Church of England. Book of common prayer. Kafir

# INCWADI YEMITANDAZO,

NEYEMIMISELO YOKWENZIWA

KWE-SAKRAMENTE,

NEMINYE IMISEBENZI YE-KERIKE,

NGOKWE-'CHURCH-OF-ENGLAND';

NDAWONYE

NAMACULO KA-DAVIDE.

ISHICILELWE E-LONDONE.

1865.

Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# ¶ IZILESESHO

EZIMISELWE IMIHLA YECAWA NEMINYE IMIHLA ENGCWELE.

## ¶ IZILESESHO ZEMIHLA YECAWA.

| | EZAKUSASA. | EZANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *Icawa ze-Advente.* | | |
| Eyokuqala.... | Yisaya 1 | Yisaya 2 |
| Eyesibini .... | —— 5 | —— 24 |
| Eyesitatu .... | —— 25 | —— 26 |
| Eyesine ...... | —— 30 | —— 32 |
| *Icawa ezilandela i-Krisimasi.* | | |
| Eyokuqala.... | —— 37 | —— 38 |
| Eyesibini .... | —— 41 | —— 43 |
| *Icawa ezilandela i-Epifani.* | | |
| Eyokuqala .... | —— 44 | —— 46 |
| Eyesibini .... | —— 51 | —— 53 |
| Eyesitatu .... | —— 55 | —— 56 |
| Eyesine ...... | —— 57 | —— 58 |
| Eyesihlanu.... | —— 59 | —— 64 |
| Eyesitandatu.. | —— 65 | —— 66 |
| *Icawa eyi-Setwajesima* .. | Genesise 1 | Genesise 2 |
| *Icawa eyi-Sezajesima* ... | —— 3 | —— 6 |
| *Icawa eyi-Kwinkwajesima.* | —— 9 1-19 | —— 12 |
| I-LENTE. | | |
| *Icawa yokuqala.* | —— 19 1-29 | —— 22 |
| —— *eyesibini..* | —— 27 | —— 34 |
| —— *eyesitatu..* | —— 39 | —— 42 |
| —— *eyesine.* .. | —— 43 | —— 45 |
| —— *eyesihlanu* | Kesodusi 3 | Kesodusi 5 |
| —— *eyesitandatu* | | |
| Isilesesho sokuqala.......... | —— 9 | —— 10 |
| Isilesesho sesibini | Mateyu 26 | Hebrewu 5 1-10 |
| *Umhla we-Pasika.* | | |
| Isilesesho sokuqala.......... | Kesodusi 12 | Kesodusi 14 |
| Isilesesho sesibini | Roma 6 | Izenzo 2 22-47 |
| *Icawa ezilandela i-Pasika.* | | |
| Eyokuqala.... | Imibalo 16 | Imibalo 22 |
| Eyesibini .... | —— 23, 24 | —— 25 |
| Eyesitatu .... | Duteronomi 4 | Duteronomi 5 |
| Eyesine ...... | —— 6 | —— 7 |
| Eyesihlanu .. | —— 8 | —— 9 |
| *Icawa elandela umhla wokunyukela* ........ | —— 12 | —— 13 |

| | EZAKUSASA. | EZANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *Umhla we-Pentekose.* | | |
| Isilesesho sokuqala.......... | Duteronomi 16, 1-17 | Yisaya 11 |
| Isilesesho sesibini | Izenzo 10, 34-48 | Izenzo 19, 1-20 |
| *Icawa yo-Mtriniti.* | | |
| Isilesesho sokuqala.......... | Genesise 1 | Genesise 18 |
| Isilesesho sesibini | Mateyu 3 | 1 Johane 5 |
| *Icawa ezilandela eyo-Mtriniti.* | | |
| Eyokuqala .... | Joshuwa 10 | Joshuwa 23 |
| Eyesibini .... | Abagwebi 4 | Abagwebi 5 |
| Eyesitatu .... | 1 Samyali 2 | 1 Samyali 3 |
| Eyesine . .... | —— 12 | —— 13 |
| Eyesihlanu.... | —— 15 | —— 17 |
| Eyesitandatu.. | 2 Samyali 12 | 2 Samyali 19 |
| Eyesixenxe .. | —— 21 | —— 24 |
| Eyesibozo .... | 1 Okumkani 13 | 1 Okumkani 17 |
| Eyesitoba ... | —— 18 | —— 19 |
| Eyeshumi .... | —— 21 | —— 22 |
| Eyeshumi elinanye ..... | 2 Okumkani 5 | 2 Okumkani 9 |
| Eyeshumi elinambini.... | —— 10 | —— 18 |
| Eyeshumi elinantatu .... | —— 19 | —— 23 |
| Eyeshumi elinane .... . | Jeremiya 5 | Jeremiya 22 |
| Eyeshumi elinanklanu .. | —— 35 | —— 36 |
| Eyeshumi elinantandatu.. | Hezekile 2 | Hezekile 13 |
| Eyeshumi elinesixenxe .. | —— 14 | —— 18 |
| Eyeshumi elinesibozo .... | —— 20 | —— 24 |
| Eyeshumi elinesitoba .... | Danyeli 3 | Danyeli 6 |
| Eyamashumi mabini .... | Joweli 2 | Mika 6 |
| Eyamashumi mabini ananye | Habakuke 2 | Imizekeliso 1 |
| Eyamashumi mabini anambini ...... | Imizekeliso 2 | —— 3 |
| Eyamashumi mabini anantatu ... .. | —— 11 | —— 12 |
| Eyamashumi mabini ananye | —— 13 | —— 14 |
| Eyamashumi mabini ananklanu .... | —— 15 | —— 16 |
| Eyamashumi mabini anantandatu .. | —— 17 | —— 19 |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ¶ IZILESESHO ZEMIHLA ENGCWELE.

| | EZAKUSASA. | EZANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *Umhla ka-Andrewu* | Imizekeliso 20 | Imizekeliso 21 |
| *Umhlaka Tomasi* | —— 23 | —— 24 |
| *Ukuzalwa kuka-Kristu.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Yisaya 9, 1-7 | Yisaya 7, 10-16 |
| Isilesesho sesibini | Luke 2, 1-14 | Titusi 3, 4-8 |
| *Umhla ka-Stefane.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Imizekeliso 28 | Umshumayeli 4 |
| Isilesesho sesibini | Izenzo 6, 8-15 & 7, 1-29 | Izenzo 7, 30-54 |
| *Umhla ka-Johane.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Umshumayeli 5 | Umshumayeli 6 |
| Isilesesho sesibini | Isityilo 1 | Isityilo 22 |
| *Umhla wentsana ezingcwele* | Jeremiya 31, 1-17 | Ubulumko 1 |
| *Ukwaluswa kuka-Kristu.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Genesise 17 | Duteronomi 10, 12-22 |
| Isilesesho sesibini | Roma 2 | Kolose 2 |
| *Umhla we-Epifani.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Yisaya 60 | Yisaya 49 |
| Isilesesho sesibini | Luke 3, 1-22 | Johane 2, 1-11 |
| *Ukuguquka kuka-Paulusi.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Ubulumko 5 | Ubulumko 6 |
| Isilesesho sesibini | Izenzo 22, 1-21 | Izenzo 26 |
| *Ukuhlanjululwa kuka-Mariya* | Ubulumko 9 | Ubulumko 12 |
| *Umhla ka-Matiyasi* | —— 19 | Unyana ka-Siraki 1 |
| *Ukushunyayezwa kuka-Mariya* | Unyana ka-Siraki 2 | —— 3 |
| *I-'Wednesday' eyandulela i-Pasika.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Hoseya 13 | Hoseya 14 |
| Isilesesho sesibini | Johane 11, 45-57 | |
| *I-'Thursday' eyandulela i-Pasika.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Danyeli 9 | Jeremiya 31 |
| Isilesesho sesibini | Johane 13 | |
| *Umhla wokufa kuka-Kristu.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Genesise 22, 1-19 | Yisaya 53 |
| Isilesesho sesibini | Johane 18 | 1 Petrosi 2 |
| *Umhla owandulela i-Pasika.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Zekariya 9 | Kesodusi 13 |
| Isilesesho sesibini | Luke 23, 50-56 | Hebrewu 4 |
| *I-'Monday' elandela i-Pasika.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Kesodusi 16 | Kesodusi 17 |
| Isilesesho sesibini | Mateyu 28 | Izenzo 3 |
| *I-'Tuesday' elandela i-Pasika.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Kesodusi 20 | Kezodusi 32 |
| Isilesesho sesibini | Luke 24, 1-12 | 1 Korinte 15 |
| *Umhla ka-Maraki* | Unyana ka-Siraki 4 | Unyana ka-Siraki 5 |
| *O-Filipe no-Yakobi.* | | |
| Isilesesho sokuqala | —— 7 | —— 9 |
| Isilesesho sesibini | Johane 1, 43-51 | |
| *Umhla wokunyukela.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Duteronomi 10 | 2 Okumkani 2 |
| Isilesesho sesibini | Luke 24, 44-53 | Efese 4, 1-16 |
| *I-'Monday' elandela umhla we-Pentekose.* | | |
| Isilesesho sokuqala | Genesise 11, 1-9 | Imibalo 11, 16-29 |
| Isilesesho sesibini | 1 Korinte 12 | 1 Korinte 14, 1-25 |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## IZILESESHO ZEMIHLA ENGCWELE.

| | EZAKUSASA. | EZANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *I-'Tuesday' elandela umhla we-Pentekose.* | | |
| Isilesesho sokuqala........ | 1 Samyali 19, 18-24 | Duteronomi 30 |
| Isilesesho sesibini........ | 1 Tesalonika 5, 12-23 | 1 Johane 4, 1-13 |
| *Umhla ka-Banabasi.* | | |
| Isilesesho sokuqala........ | Unyana ka-Siraki 10 | Unyana ka-Siraki 12 |
| Isilesesho sesibini........ | Izenzo 14 | Izenzo 15, 1-35 |
| *U-Johane Umbatizeshi.* | | |
| Isilesesho sokuqala........ | Malaki 3 | Malaki 4 |
| Isilesesho sesibini........ | Mateyu 3 | Mateyu 14, 1-12 |
| *Umhla ka-Petrosi.* | | |
| Isilesesho sokuqala........ | Unyana ka-Siraki 15 | Unyana ka-Siraki 19 |
| Isilesesho sesibini........ | Izenzo 3 | Izenzo 4 |

| | EZAKUSASA. | EZANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *Umhla ka-Yakobi*........ | Unyana ka-Siraki 21 | Unyana ka-Siraki 22 |
| *Umhla ka-Batolomeyu*...... | —— 24 | —— 29 |
| *Umhla ka-Mateyu*.......... | —— 35 | —— 38 |
| *U-Mikayeli nengelosi zonke.* | | |
| Isilesesho sokuqala........ | Genesise 32 | Danyeli 10, 5-21 |
| Isilesesho sesibini........ | Izenzo 12, 1-19 | Jude 6-15 |
| *Umhla ka-Luke*.. | Unyana ka-Siraki 51 | Jobe 1 |
| *O-Simone no-Jude*........ | Jobe 24, 25 | —— 42 |
| *Umhla Wabangcwele bonke.* | | |
| Isilesesho sokuqala........ | Ubulumko 3, 1-9 | Ubulumko 5, 1-16 |
| Isilesesho sesibini........ | Hebrewu 11, 33-40 & 12, 1-6 | Isityilo 19, 1-16 |

## ¶ AMACULO EMIHLA ETILE.

| | AWAKUSASA. | AWANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *Umhla we-Krisimasi*........ | Iculo 19<br>—— 45<br>—— 85 | Iculo 89<br>—— 110<br>—— 132 |
| *Umhla wokuqala we-Lente*...... | Iculo 6<br>—— 32<br>—— 38 | Iculo 102<br>—— 130<br>—— 143 |
| *Umhla wokufa kuka-Kristu*.. | Iculo 22<br>—— 40<br>—— 54 | Iculo 69<br>—— 88 |

| | AWAKUSASA. | AWANGOKUHLWA. |
|---|---|---|
| *Umhla we-Pasika*.......... | Iculo 2<br>—— 57<br>—— 111 | Iculo 113<br>—— 114<br>—— 118 |
| *Umhla wokunyukela*.......... | Iculo 8<br>—— 15<br>—— 21 | Iculo 24<br>—— 47<br>—— 108 |
| *Umhla we-Pentekose*.......... | Iculo 48<br>—— 68 | Iculo 104<br>—— 145 |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# I-KALENDA.

NEZILESESHO ZEMIHLA NGEMIHLA.

| u-JANUWARI: UNEMIHLA XXXI. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isileses[ho] sesibin[i]. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | A | *Ukwaluswa kuka-Kristu.* | ........ | ........ | ........ | ........ |
| 2 | b | ........................ | Genesise 1 | Mateyu 1 | Genesise 2 | Roma |
| 3 | c | ........................ | —— 3 | —— 2 | —— 4 | —— |
| 4 | d | ........................ | —— 5 | —— 3 | —— 6 | —— |
| 5 | e | ........................ | —— 7 | —— 4 | —— 8 | —— |
| 6 | f | *i-Epifani* ........... | ........ | ........ | ........ | ........ |
| 7 | g | ........................ | —— 9 | —— 5 | —— 12 | —— |
| 8 | A | ........................ | —— 13 | —— 6 | —— 14 | —— |
| 9 | b | ........................ | —— 15 | —— 7 | —— 16 | —— |
| 10 | c | ........................ | —— 17 | —— 8 | —— 18 | —— |
| 11 | d | ........................ | —— 19 | —— 9 | —— 20 | —— |
| 12 | e | ........................ | —— 21 | —— 10 | —— 22 | —— 1 |
| 13 | f | ........................ | —— 23 | —— 11 | —— 24 | —— 1 |
| 14 | g | ........................ | —— 25 | —— 12 | —— 26 | —— 1 |
| 15 | A | ........................ | —— 27 | —— 13 | —— 28 | —— 1 |
| 16 | b | ........................ | —— 29 | —— 14 | —— 30 | —— 1 |
| 17 | c | ........................ | —— 31 | —— 15 | —— 32 | —— 1 |
| 18 | d | ........................ | —— 33 | —— 16 | —— 34 | —— 1 |
| 19 | e | ........................ | —— 35 | —— 17 | —— 37 | 1Korinte |
| 20 | f | ........................ | —— 38 | —— 18 | —— 39 | —— |
| 21 | g | ........................ | —— 40 | —— 19 | —— 41 | —— |
| 22 | A | ........................ | —— 42 | —— 20 | —— 43 | —— |
| 23 | b | ........................ | —— 44 | —— 21 | —— 45 | —— |
| 24 | c | ........................ | —— 46 | —— 22 | —— 47 | —— |
| 25 | d | *Ukuguqukakuka-Paulusi* | ........ | ........ | ........ | ........ |
| 26 | e | ........................ | —— 48 | —— 23 | —— 49 | —— |
| 27 | f | ........................ | —— 50 | —— 24 | Kesodusi 1 | —— 8 |
| 28 | g | ........................ | Kesodusi 2 | —— 25 | —— 3 | —— 9 |
| 29 | A | ........................ | —— 4 | —— 26 | —— 5 | —— 10 |
| 30 | b | ........................ | 6, 1-13 | —— 27 | —— 7 | —— 11 |
| 31 | c | ........................ | —— 8 | —— 28 | —— 9 | —— 12 |

| u-FEBUWARI: UNEMIHLA XXVIII.* | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | d | ............... | Kesodusi 10 | Maraki 1 | Kesodusi 11 | 1 Korinte 1 |
| 2 | e | *Ukuhlanjululwa* | .......... | —— 2 | .......... | —— 1 |
| 3 | f | ..[*kuka-Mariya* | —— 12 | —— 3 | —— 13 | —— 1 |
| 4 | g | ............... | —— 14 | —— 4 | —— 15 | —— 1 |
| 5 | A | ............... | —— 16 | —— 5 | —— 17 | 2 Korinte |
| 6 | b | ............... | —— 18 | —— 6 | —— 19 | —— |
| 7 | c | ............... | —— 20 | —— 7 | —— 21 | —— |
| 8 | d | ............... | —— 22 | —— 8 | —— 23 | —— 4 |
| 9 | e | ............... | —— 24 | —— 9 | —— 32 | —— 5 |
| 10 | f | ............... | —— 33 | —— 10 | —— 34 | —— 6 |
| 11 | g | ............... | Levitikusi 18 | —— 11 | Levitikusi 19 | —— 7 |
| 12 | A | ............... | —— 20 | —— 12 | —— 26 | —— 8 |
| 13 | b | ............... | Imibalo 11 | —— 13 | Imibalo 12 | —— 9 |
| 14 | c | ............... | —— 13 | —— 14 | —— 14 | —— 10 |
| 15 | d | ............... | —— 16 | —— 15 | —— 17 | —— 11 |
| 16 | e | ............... | —— 20 | —— 16 | —— 21 | —— 12 |
| 17 | f | ............... | —— 22 | Luke 1, 1-38 | —— 23 | —— 13 |
| 18 | g | ............... | —— 24 | ....1, 39-80 | —— 25 | Galate 1 |
| 19 | A | ............... | —— 27 | —— 2 | —— 30 | —— 2 |
| 20 | b | ............... | —— 31 | —— 3 | —— 32 | —— 3 |
| 21 | c | ............... | —— 35 | —— 4 | —— 36 | —— 4 |
| 22 | d | ............... | Duteronomi 1 | —— 5 | Duteronomi 2 | —— 5 |
| 23 | e | ............... | —— 3 | —— 6 | —— 4 | —— 6 |
| 24 | f | *Umhla ka-Mati-* | .......... | —— 7 | .......... | Efese 1 |
| 25 | g | .......... [*yasi* | —— 5 | —— 8 | —— 6 | —— 2 |
| 26 | A | ............... | —— 7 | —— 9 | —— 8 | —— 3 |
| 27 | b | ............... | —— 9 | —— 10 | —— 10 | —— 4 |
| 28 | c | ............... | —— 11 | —— 11 | —— 12 | —— 5 |
| 29 | .. | ............... | —— 13 | Mateyu 7 | —— 14 | Roma 12 |

* Kodwa ngomnyaka wesine unemihla xxix.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# I-KALENDA.

NEZILESESHO ZEMIHLA NGEMIHLA.

| U-MARITSHE : UNEMIHLA XXXI. | | | Ezakusasa: Isilesesho sokuqala. | Ezakusasa: Isilesesho sesibini. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sokuqala. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | d | ........ | Duteronomi 15 | Luke 12 | Duteronomi 16 | Efese 6 |
| 2 | e | ........ | —— 17 | —— 13 | —— 18 | Filipe 1 |
| 3 | f | ........ | —— 19 | —— 14 | —— 20 | —— 2 |
| 4 | g | ........ | —— 21 | —— 15 | —— 22 | —— 3 |
| 5 | A | ........ | —— 24 | —— 16 | —— 25 | —— 4 |
| 6 | b | ........ | —— 26 | —— 17 | —— 27 | Kolose 1 |
| 7 | c | ........ | —— 28 | —— 18 | —— 29 | —— 2 |
| 8 | d | ........ | —— 30 | —— 19 | —— 31 | —— 3 |
| 9 | e | ........ | —— 32 | —— 20 | —— 33 | —— 4 |
| 10 | f | ........ | —— 34 | —— 21 | Yoshuwa 1 | 1 Tesalon. 1 |
| 11 | g | ........ | Yoshuwa 2 | —— 22 | —— 3 | —— 2 |
| 12 | A | ........ | —— 4 | —— 23 | —— 5 | —— 3 |
| 13 | b | ........ | —— 6 | —— 24 | —— 7 | —— 4 |
| 14 | c | ........ | —— 8 | Johane 1 | —— 9 | —— 5 |
| 15 | d | ........ | —— 10 | —— 2 | —— 23 | 2 Tesalon. 1 |
| 16 | e | ........ | —— 24 | —— 3 | Abagwebi 1 | —— 2 |
| 17 | f | ........ | Abagwebi 2 | —— 4 | —— 3 | —— 3 |
| 18 | g | ........ | —— 4 | —— 5 | —— 5 | 1 Timote 1 |
| 19 | A | ........ | —— 6 | —— 6 | —— 7 | — 2, 3 |
| 20 | b | ........ | —— 8 | —— 7 | —— 9 | —— 4 |
| 21 | c | ........ | —— 10 | —— 8 | —— 11 | —— 5 |
| 22 | d | ........ | —— 12 | —— 9 | —— 13 | —— 6 |
| 23 | e | ........ | —— 14 | —— 10 | —— 15 | 2 Timote 1 |
| 24 | f | ........ | —— 16 | —— 11 | —— 17 | —— 2 |
| 25 | g | *Ukushunyayezwa* | ........ | —— 12 | ........ | —— 3 |
| 26 | A | ....[*kuka-Mariya* | —— 18 | —— 13 | —— 19 | —— 4 |
| 27 | b | ........ | —— 20 | —— 14 | —— 21 | Titusi 1 |
| 28 | c | ........ | Rute 1 | —— 15 | Rute 2 | — 2, 3 |
| 29 | d | ........ | —— 3 | —— 16 | —— 4 | Filemone |
| 30 | e | ........ | 1 Samyali 1 | —— 17 | 1 Samyali 2 | Hebrewu 1 |
| 31 | f | ........ | —— 3 | —— 18 | —— 4 | —— 2 |

| U-APRILE : UNEMIHLA XXX. | | | Ezakusasa: Isilesesho sokuqala. | Ezakusasa: Isilesesho sesibini. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sokuqala. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | g | ........ | 1 Samyali 5 | Johane 19 | 1 Samyali 6 | Hebrewu 3 |
| 2 | A | ........ | —— 7 | —— 20 | —— 8 | —— 4 |
| 3 | b | ........ | —— 9 | —— 21 | —— 10 | —— 5 |
| 4 | c | ........ | —— 11 | Izenzo 1 | —— 12 | —— 6 |
| 5 | d | ........ | —— 13 | —— 2 | —— 14 | —— 7 |
| 6 | e | ........ | —— 15 | —— 3 | —— 16 | —— 8 |
| 7 | f | ........ | —— 17 | —— 4 | —— 18 | —— 9 |
| 8 | g | ........ | —— 19 | —— 5 | —— 20 | —— 10 |
| 9 | A | ........ | —— 21 | —— 6 | —— 22 | —— 11 |
| 10 | b | ........ | —— 23 | —— 7 | —— 24 | —— 12 |
| 11 | c | ........ | —— 25 | —— 8 | —— 26 | —— 13 |
| 12 | d | ........ | —— 27 | —— 9 | —— 28 | Yakobi 1 |
| 13 | e | ........ | —— 29 | —— 10 | —— 30 | —— 2 |
| 14 | f | ........ | —— 31 | —— 11 | 2 Samyali 1 | —— 3 |
| 15 | g | ........ | 2 Samyali 2 | —— 12 | —— 3 | —— 4 |
| 16 | A | ........ | —— 4 | —— 13 | —— 5 | —— 5 |
| 17 | b | ........ | —— 6 | —— 14 | —— 7 | 1 Petrosi 1 |
| 18 | c | ........ | —— 8 | —— 15 | —— 9 | —— 2 |
| 19 | d | ........ | —— 10 | —— 16 | —— 11 | —— 3 |
| 20 | e | ........ | —— 12 | —— 17 | —— 13 | —— 4 |
| 21 | f | ........ | —— 14 | —— 18 | —— 15 | —— 5 |
| 22 | g | ........ | —— 16 | —— 19 | —— 17 | 2 Petrosi 1 |
| 23 | A | ........ | —— 18 | —— 20 | —— 19 | —— 2 |
| 24 | b | ........ | —— 20 | —— 21 | —— 21 | —— 3 |
| 25 | c | *Umhla ka-Maraki* | ........ | —— 22 | ........ | 1 Johane 1 |
| 26 | d | ........ | —— 22 | —— 23 | —— 23 | —— 2 |
| 27 | e | ........ | —— 24 | —— 24 | 1 Okumkani 1 | —— 3 |
| 28 | f | ........ | 1 Okumkani 2 | —— 25 | —— 3 | —— 4 |
| 29 | g | ........ | —— 4 | —— 26 | —— 5 | —— 5 |
| 30 | A | ........ | —— 6 | —— 27 | —— 7 | 2, 3 Johane |



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRES

# I-KALENDA.

| U-ME: UNEMIHLA XXXI. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | b | *O-Filipe no-Yakobi..* | .......... | ........ | .......... | Jude |
| 2 | c | | 1 Okumkani 8 | Izenzo 28 | 1 Okumkani 9 | Roma 1 |
| 3 | d | | —— 10 | Mateyu 1 | —— 11 | —— 2 |
| 4 | e | | —— 12 | —— 2 | —— 13 | —— 3 |
| 5 | f | | —— 14 | —— 3 | —— 15 | —— 4 |
| 6 | g | | —— 16 | —— 4 | —— 17 | —— 5 |
| 7 | A | | —— 18 | —— 5 | —— 19 | —— 6 |
| 8 | b | | —— 20 | —— 6 | —— 21 | —— 7 |
| 9 | c | | —— 22 | —— 7 | 2 Okumkani 1 | —— 8 |
| 10 | d | | 2 Okumkani 2 | —— 8 | —— 3 | —— 9 |
| 11 | e | | —— 4 | —— 9 | —— 5 | —— 10 |
| 12 | f | | —— 6 | —— 10 | —— 7 | —— 11 |
| 13 | g | | —— 8 | —— 11 | —— 9 | —— 12 |
| 14 | A | | —— 10 | —— 12 | —— 11 | —— 13 |
| 15 | b | | —— 12 | —— 13 | —— 13 | —— 14 |
| 16 | c | | —— 14 | —— 14 | —— 15 | —— 15 |
| 17 | d | | —— 16 | —— 15 | —— 17 | —— 16 |
| 18 | e | | —— 18 | —— 16 | —— 19 | 1 Korinte 1 |
| 19 | f | | —— 20 | —— 17 | —— 21 | —— 2 |
| 20 | g | | —— 22 | —— 18 | —— 23 | —— 3 |
| 21 | A | | —— 24 | —— 19 | —— 25 | —— 4 |
| 22 | b | | Ezera 1 | —— 20 | Ezera 3 | —— 5 |
| 23 | c | | —— 4 | —— 21 | —— 5 | —— 6 |
| 24 | d | | —— 6 | —— 22 | —— 7 | —— 7 |
| 25 | e | | —— 9 | —— 23 | Nehemiya 1 | —— 8 |
| 26 | f | | Nehemiya 2 | —— 24 | —— 4 | —— 9 |
| 27 | g | | —— 5 | —— 25 | —— 6 | —— 10 |
| 28 | A | | —— 8 | —— 26 | —— 9 | —— 11 |
| 29 | b | | —— 10 | —— 27 | —— 13 | —— 12 |
| 30 | c | | Esetere 1 | —— 28 | Esetere 2 | —— 13 |
| 31 | d | | —— 3 | Maraki 1 | —— 4 | —— 14 |

| U-JUNE: UNEMIHLA XXX. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | e | | Esetere 5 | Maraki 2 | Esetere 6 | 1 Korinte 15 |
| 2 | f | | —— 7 | —— 3 | —— 8 | —— 16 |
| 3 | g | | —— 9 | —— 4 | Jobe 1 | 2 Korinte 1 |
| 4 | A | | Jobe 2 | —— 5 | —— 3 | —— 2 |
| 5 | b | | —— 4 | —— 6 | —— 5 | —— 3 |
| 6 | c | | —— 6 | —— 7 | —— 7 | —— 4 |
| 7 | d | | —— 8 | —— 8 | —— 9 | —— 5 |
| 8 | e | | —— 10 | —— 9 | —— 11 | —— 6 |
| 9 | f | | —— 12 | —— 10 | —— 13 | —— 7 |
| 10 | g | | —— 14 | —— 11 | —— 15 | —— 8 |
| 11 | A | *Umhla ka-Banabasi.* | .......... | ....... | .......... | ....... |
| 12 | b | | —— 16 | —— 12 | —— 17,18 | —— 9 |
| 13 | c | | —— 19 | —— 13 | —— 20 | —— 10 |
| 14 | d | | —— 21 | —— 14 | —— 22 | —— 11 |
| 15 | e | | —— 23 | —— 15 | —— 24,25 | —— 12 |
| 16 | f | | —— 26,27 | —— 16 | —— 28 | —— 13 |
| 17 | g | | —— 29 | Luke 1 | —— 30 | Galate 1 |
| 18 | A | | —— 31 | —— 2 | —— 32 | —— 2 |
| 19 | b | | —— 33 | —— 3 | —— 34 | —— 3 |
| 20 | c | | —— 35 | —— 4 | —— 36 | —— 4 |
| 21 | d | | —— 37 | —— 5 | —— 38 | —— 5 |
| 22 | e | | —— 39 | —— 6 | —— 40 | —— 6 |
| 23 | f | | —— 41 | —— 7 | —— 42 | Efese 1 |
| 24 | g | *U-Johane u-Mbati-* | .......... | ....... | .......... | ....... |
| 25 | A | [*zeshi* | Imizekeliso 1 | —— 8 | Imizekeliso 2 | —— 2 |
| 26 | b | | —— 3 | —— 9 | —— 4 | —— 3 |
| 27 | c | | —— 5 | —— 10 | —— 6 | —— 4 |
| 28 | d | | —— 7 | —— 11 | —— 8 | —— 5 |
| 29 | e | *Umhla ka-Petrosi* | .......... | ....... | .......... | ....... |
| 30 | f | | —— 9 | —— 12 | —— 10 | —— 6 |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# I-KALENDA.

| U-JULAYI : UNEMIHLA XXXI. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | g | ........ | Imizekeliso 11 | Luke 13 | Imizekeliso 12 | Filipe 1 |
| 2 | A | ........ | — 13 | — 14 | — 14 | — 2 |
| 3 | b | ........ | — 15 | — 15 | — 16 | — 3 |
| 4 | c | ........ | — 17 | — 16 | — 18 | — 4 |
| 5 | d | ........ | — 19 | — 17 | — 20 | Kolose 1 |
| 6 | e | ........ | — 21 | — 18 | — 22 | — 2 |
| 7 | f | ........ | — 23 | — 19 | — 24 | — 3 |
| 8 | g | ........ | — 25 | — 20 | — 26 | — 4 |
| 9 | A | ........ | — 27 | — 21 | — 28 | 1Tesalon. 1 |
| 10 | b | ........ | — 29 | — 22 | — 31 | — 2 |
| 11 | c | ........ | Umshumayeli 1 | — 23 | Umshumayeli 2 | — 3 |
| 12 | d | ........ | — 3 | — 24 | — 4 | — 4 |
| 13 | e | ........ | — 5 | Johane 1 | — 6 | — 5 |
| 14 | f | ........ | — 7 | — 2 | — 8 | 2Tesalon. 1 |
| 15 | g | ........ | — 9 | — 3 | — 10 | — 2 |
| 16 | A | ........ | — 11 | — 4 | — 12 | — 3 |
| 17 | b | ........ | Jeremiya 1 | — 5 | Jeremiya 2 | 1 Timote 1 |
| 18 | c | ........ | — 3 | — 6 | — 4 | — 2,3 |
| 19 | d | ........ | — 5 | — 7 | — 6 | — 4 |
| 20 | e | ........ | — 7 | — 8 | — 8 | — 5 |
| 21 | f | ........ | — 9 | — 9 | — 10 | — 6 |
| 22 | g | ........ | — 11 | — 10 | — 12 | 2 Timote 1 |
| 23 | A | ........ | — 13 | — 11 | — 14 | — 2 |
| 24 | b | ........ | — 15 | — 12 | — 16 | — 3 |
| 25 | c | *Umhla ka-Yakobi.* | ........ | — 13 | ........ | — 4 |
| 26 | d | ........ | — 17 | — 14 | — 18 | Titusi 1 |
| 27 | e | ........ | — 19 | — 15 | — 20 | — 2,3 |
| 28 | f | ........ | — 21 | — 16 | — 22 | Filemone |
| 29 | g | ........ | — 23 | — 17 | — 24 | Hebrewu 1 |
| 30 | A | ........ | — 25 | — 18 | — 26 | — 2 |
| 31 | b | ........ | — 27 | — 19 | — 28 | — 3 |

| U-AUGUSI : UNEMIHLA XXXI. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | c | ........ | Jeremiya 29 | Johane 20 | Jeremiya 30 | Hebrewu 4 |
| 2 | d | ........ | — 31 | — 21 | — 32 | — 5 |
| 3 | e | ........ | — 33 | Izenzo 1 | — 34 | — 6 |
| 4 | f | ........ | — 35 | — 2 | — 36 | — 7 |
| 5 | g | ........ | — 37 | — 3 | — 38 | — 8 |
| 6 | A | ........ | — 39 | — 4 | — 40 | — 9 |
| 7 | b | ........ | — 41 | — 5 | — 42 | — 10 |
| 8 | c | ........ | — 43 | — 6 | — 44 | — 11 |
| 9 | d | ........ | — 45,46 | — 7 | — 47 | — 12 |
| 10 | e | ........ | — 48 | — 8 | — 49 | — 13 |
| 11 | f | ........ | — 50 | — 9 | — 51 | Yakobi 1 |
| 12 | g | ........ | — 52 | — 10 | Izililo 1 | — 2 |
| 13 | A | ........ | Izililo 2 | — 11 | — 3 | — 3 |
| 14 | b | ........ | — 4 | — 12 | — 5 | — 4 |
| 15 | c | ........ | Hezekile 2 | — 13 | Hezekile 3 | — 5 |
| 16 | d | ........ | — 6 | — 14 | — 7 | 1Petrosi 1 |
| 17 | e | ........ | — 13 | — 15 | — 14 | — 2 |
| 18 | f | ........ | — 18 | — 16 | — 33 | — 3 |
| 19 | g | ........ | — 34 | — 17 | Danyeli 1 | — 4 |
| 20 | A | ........ | Danyeli 2 | — 18 | — 3 | — 5 |
| 21 | b | ........ | — 4 | — 19 | — 5 | 2Petrosi 1 |
| 22 | c | ........ | — 6 | — 20 | — 7 | — 2 |
| 23 | d | ........ | — 8 | — 21 | — 9 | — 3 |
| 24 | e | *Umhla ka-Batolo-* | ........ | — 22 | ........ | 1Johane 1 |
| 25 | f | ........ [*meyu* | — 10 | — 23 | — 11 | — 2 |
| 26 | g | ........ | — 12 | — 24 | Hoseya 1 | — 3 |
| 27 | A | ........ | Hoseya 2, 3 | — 25 | — 4 | — 4 |
| 28 | b | ........ | — 5, 6 | — 26 | — 7 | — 5 |
| 29 | c | ........ | — 8 | — 27 | — 9 | 2.3Johane |
| 30 | d | ........ | — 10 | — 28 | — 11 | Jude |
| 31 | e | ........ | — 12 | Mateyu 1 | — 13 | Roma 1 |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## u-SETEMBERE:
UNEMIHLA XXX.

| | | | Ezakusasa: Isilesesho sokuqala. | Ezakusasa: Isilesesho sesibini. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sokuqala. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | f | | Hoseya 14 | Mateyu 2 | Joweli 1 | Roma 2 |
| 2 | g | | Joweli 2 | — 3 | — 3 | — 3 |
| 3 | A | | Amose 1 | — 4 | Amose 2 | — 4 |
| 4 | b | | — 3 | — 5 | — 4 | — 5 |
| 5 | c | | — 5 | — 6 | — 6 | — 6 |
| 6 | d | | — 7 | — 7 | — 8 | — 7 |
| 7 | e | | — 9 | — 8 | Obadiya | — 8 |
| 8 | f | | Jona 1 | — 9 | Jona 2, 3 | — 9 |
| 9 | g | | — 4 | — 10 | Mika 1 | — 10 |
| 10 | A | | Mika 2 | — 11 | — 3 | — 11 |
| 11 | b | | — 4 | — 12 | — 5 | — 12 |
| 12 | c | | — 6 | — 13 | — 7 | — 13 |
| 13 | d | | Nahume 1 | — 14 | Nahume 2 | — 14 |
| 14 | e | | — 3 | — 15 | Habakuke 1 | — 15 |
| 15 | f | | Habakuke 2 | — 16 | — 3 | — 16 |
| 16 | g | | Zefaniya 1 | — 17 | Zefaniya 2 | 1Korinte 1 |
| 17 | A | | — 3 | — 18 | Hagai 1 | — 2 |
| 18 | b | | Hagai 2 | — 19 | Zekariya 1 | — 3 |
| 19 | c | | Zekariya 2, 3 | — 20 | — 4, 5 | — 4 |
| 20 | d | | — 6 | — 21 | — 7 | — 5 |
| 21 | e | *Umhla ka-Mateyu* | ............ | — 22 | ............ | — 6 |
| 22 | f | | — 8 | — 23 | — 9 | — 7 |
| 23 | g | | — 10 | — 24 | — 11 | — 8 |
| 24 | A | | — 12 | — 25 | — 13 | — 9 |
| 25 | b | | — 14 | — 26 | Malaki 1 | — 10 |
| 26 | c | | Malaki 2 | — 27 | — 3 | — 11 |
| 27 | d | | — 4 | — 28 | Tobite 1 | — 12 |
| 28 | e | | Tobite 2 | Maraki 1 | — 3 | — 13 |
| 29 | f | *Umhla ka-Mikayeli* | ............ | — 2 | ............ | — 14 |
| 30 | g | | — 4 | — 3 | — 6 | — 15 |

## u-OTOBERE:
UNEMIHLA XXXI.

| | | | Ezakusasa: Isilesesho sokuqala. | Ezakusasa: Isilesesho sesibini. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sokuqala. | Ezangokuhlwa: Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | A | | Tobite 7 | Maraki 4 | Tobite 8 | 1Korinte 16 |
| 2 | b | | — 9 | — 5 | — 10 | 2 Korinte 1 |
| 3 | c | | — 11 | — 6 | — 12 | — 2 |
| 4 | d | | — 13 | — 7 | — 14 | — 3 |
| 5 | e | | Judite 1 | — 8 | Judite 2 | — 4 |
| 6 | f | | — 3 | — 9 | — 4 | — 5 |
| 7 | g | | — 5 | — 10 | — 6 | — 6 |
| 8 | A | | — 7 | — 11 | — 8 | — 7 |
| 9 | b | | — 9 | — 12 | — 10 | — 8 |
| 10 | c | | — 11 | — 13 | — 12 | — 9 |
| 11 | d | | — 13 | — 14 | — 14 | — 10 |
| 12 | e | | — 15 | — 15 | — 16 | — 11 |
| 13 | f | | Ubulumko 1 | — 16 | Ubulumko 2 | — 12 |
| 14 | g | | — 3 | Luke 1, 1-38 | — 4 | — 13 |
| 15 | A | | — 5 | 1, 39-80 | — 6 | Galate 1 |
| 16 | b | | — 7 | — 2 | — 8 | — 2 |
| 17 | c | | — 9 | — 3 | — 10 | — 3 |
| 18 | d | *Umhla ka-Luke...* | ............ | — 4 | ............ | — 4 |
| 19 | e | | — 11 | — 5 | — 12 | — 5 |
| 20 | f | | — 13 | — 6 | — 14 | — 6 |
| 21 | g | | — 15 | — 7 | — 16 | Efese 1 |
| 22 | A | | — 17 | — 8 | — 18 | — 2 |
| 23 | b | | — 19 | — 9 | Unyana ka-Siraki 1 | — 3 |
| 24 | c | | Unyana ka-Siraki 2 | — 10 | — 3 | — 4 |
| 25 | d | | — 4 | — 11 | — 5 | — 5 |
| 26 | e | | — 6 | — 12 | — 7 | — 6 |
| 27 | f | | — 8 | — 13 | — 9 | Filipe 1 |
| 28 | g | *O-Simone no-Jude* | ............ | — 14 | ............ | — 2 |
| 29 | A | | — 10 | — 15 | — 11 | — 3 |
| 30 | b | | — 12 | — 16 | — 13 | — 4 |
| 31 | c | | — 14 | — 17 | — 15 | Kolose 1 |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

| u-NOVEMBERE : UNEMIHLA XXX. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | d | *Umhla waba-Ngcwele [bonke* | .......... | .......... | .......... | .......... |
| 2 | e | .................... | Unyana ka-Siraki 16 | Luke 18 | Unyana ka-Siraki 17 | Kolose 2 |
| 3 | f | .................... | — 18 | — 19 | — 19 | — 3 |
| 4 | g | .................... | — 20 | — 20 | — 21 | — 4 |
| 5 | A | .................... | — 22 | — 21 | — 23 | 1 Tesalonika 1 |
| 6 | b | .................... | — 24 | — 22 | 25, 1-12 | — 2 |
| 7 | c | .................... | — 27 | — 23 | — 28 | — 3 |
| 8 | d | .................... | — 29 | — 24 | 30, 1-17 | — 4 |
| 9 | e | .................... | — 31 | Johane 1 | — 32 | — 5 |
| 10 | f | .................... | — 33 | — 2 | — 34 | 2 Tesalonika 1 |
| 11 | g | .................... | — 35 | — 3 | — 36 | — 2 |
| 12 | A | .................... | — 37 | — 4 | — 38 | — 3 |
| 13 | b | .................... | — 39 | — 5 | — 40 | 1 Timote 1 |
| 14 | c | .................... | — 41 | — 6 | — 42 | — 2, 3 |
| 15 | d | .................... | — 43 | — 7 | — 44 | — 4 |
| 16 | e | .................... | — 45 | — 8 | 46, 1-19 | — 5 |
| 17 | f | .................... | — 47 | — 9 | — 48 | — 6 |
| 18 | g | .................... | — 49 | — 10 | — 50 | 2 Timote 1 |
| 19 | A | .................... | — 51 | — 11 | Baruki 1 | — 2 |
| 20 | b | .................... | Baruki 2 | — 12 | — 3 | — 3 |
| 21 | c | .................... | — 4 | — 13 | — 5 | — 4 |
| 22 | d | .................... | — 6 | — 14 | Susana | Titusi 1 |
| 23 | e | .................... | Bele | — 15 | Yisaya 1 | — 2, 3 |
| 24 | f | .................... | Yisaya 2 | — 16 | — 3 | Filemone |
| 25 | g | .................... | — 4 | — 17 | — 5 | Hebrewu 1 |
| 26 | A | .................... | — 6 | — 18 | — 7 | — 2 |
| 27 | b | .................... | — 8 | — 19 | — 9 | — 3 |
| 28 | c | .................... | — 10 | — 20 | — 11 | — 4 |
| 29 | d | .................... | — 12 | — 21 | — 13 | — 5 |
| 30 | e | *Umhla ka-Andrewu.* | .......... | Izenzo 1 | .......... | — 6 |

| u-DISEMBERE : UNEMIHLA XXXI. | | | EZAKUSASA. Isilesesho sokuqala. | EZAKUSASA. Isilesesho sesibini. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sokuqala. | EZANGOKUHLWA. Isilesesho sesibini. |
|---|---|---|---|---|---|---|
| 1 | f | .................... | Yisaya 14 | Izenzo 2 | Yisaya 15 | Hebrewu 7 |
| 2 | g | .................... | — 16 | — 3 | — 17 | — 8 |
| 3 | A | .................... | — 18 | — 4 | — 19 | — 9 |
| 4 | b | .................... | — 20, 21 | — 5 | — 22 | — 10 |
| 5 | c | .................... | — 23 | — 6 | — 24 | — 11 |
| 6 | d | .................... | — 25 | 7, 1-29 | — 26 | — 12 |
| 7 | e | .................... | — 27 | 7, 30-60 | — 28 | — 13 |
| 8 | f | .................... | — 29 | — 8 | — 30 | Yakobi 1 |
| 9 | g | .................... | — 31 | — 9 | — 32 | — 2 |
| 10 | A | .................... | — 33 | — 10 | — 34 | — 3 |
| 11 | b | .................... | — 35 | — 11 | — 36 | — 4 |
| 12 | c | .................... | — 37 | — 12 | — 38 | — 5 |
| 13 | d | .................... | — 39 | — 13 | — 40 | 1 Petrosi 1 |
| 14 | e | .................... | — 41 | — 14 | — 42 | — 2 |
| 15 | f | .................... | — 43 | — 15 | — 44 | — 3 |
| 16 | g | .................... | — 45 | — 16 | — 46 | — 4 |
| 17 | A | .................... | — 47 | — 17 | — 48 | — 5 |
| 18 | b | .................... | — 49 | — 18 | — 50 | 2 Petrosi 1 |
| 19 | c | .................... | — 51 | — 19 | — 52 | — 2 |
| 20 | d | .................... | — 53 | — 20 | — 54 | — 3 |
| 21 | e | *Umhla ka-Tomasi* .. | ........ | — 21 | ........ | 1 Johane 1 |
| 22 | f | .................... | — 55 | — 22 | — 56 | — 2 |
| 23 | g | .................... | — 57 | — 23 | — 58 | — 3 |
| 24 | A | .................... | — 59 | — 24 | — 60 | — 4 |
| 25 | b | *i-Krisimasi* ....... | ........ | ........ | ........ | .......... |
| 26 | c | *Umhla ka-Stefane* . | ........ | ........ | ........ | .......... |
| 27 | d | *Umhla ka-Johane* .. | ........ | ........ | ........ | .......... |
| 28 | e | *Intsana Ezingcwele*.. | ........ | — 25 | ........ | — 5 |
| 29 | f | .................... | — 61 | — 26 | — 62 | 2 Johane |
| 30 | g | .................... | — 63 | — 27 | — 64 | 3 Johane |
| 31 | A | .................... | — 65 | — 28 | — 66 | Jude |



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# ISAZISO SEMIHLA ENGCWELE EFANELE UKUGCINWA.

ZONKE ICAWA ZOMNYAKA.

Umhla wokwaluswa kwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu.
Umhla we-Epifani.
Umhla wokuguquka kuka-*Paulusi*.
Umhla wokuhlanjululwa kuka-*Mariya*.
Umhla ka-*Matiyasi* umpostile.
Umhla wokushunyayezwa kuka-*Mariya*.
Umhla ka-*Maraki* umbali wevangeli.
Umhla ka-*Filipe* no-*Yakobi* abapostile.
Umhla woku-Nyukela kwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu.
Umhla ka-*Banabasi*.
Umhla wokuzalwa kuka-*Johane* umbatizeshi.
Umhla ka-*Petrosi* umpostile.
Umhla ka-*Yakobi* umpostile.
Umhla ka-*Batolomeyu* umpostile.
Umhla ka-*Mateyu* umpostile.
Umhla ka-*Mikayeli* nengelosi zonke.
Umhla ka-*Luke* umbali wevangeli.
Umhla ka-*Simone* no-*Jude* abapostile.
Umhla waba-Ngcwele bonke.
Umhla ka-*Andrewu* umpostile.
Umhla ka-*Tomasi* umpostile.
Umhla woku-Zalwa kwe-Nkosi yetu.
Umhla ka-*Stefane* inqina.
Umhla ka-*Johane* umbali wevangeli.
Umhla we-Ntsana ezingcwele.

*I-'Monday' ne-'Tuesday' emva kwe-Pasika.*
*I-'Monday' ne-'Tuesday' emva kwemini ye-Pentekose.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ISAZISO

### SENZILO EZIFANELE UKUGCINWA.

Ukuhlwa okwandulelayo:

umhla wokuzalwa kwe-Nkosi yetu.
umhla wokuhlanjululwa kuka-*Mariya.*
umhla wokushunyayezwa kuka-*Mariya.*
umhla we-Pasika.
umhla wokunyukela kwe-Nkosi.
umhla we-Pentekose.
umhla ka-*Matiyasi.*
umhla ka-*Johane umbatizeshi.*
umhla ka-*Petrosi.*
umhla ka-*Yakobi.*
umhla ka-*Batolomeyu.*
umhla ka-*Mateyu.*
umhla ka-*Simone* no-*Jude.*
umhla ka-*Andrewu.*
umhla ka-*Tomasi.*
umhla wabangcwele bonke.

**Makugqalwe, Okokuba, kwakuti umhla ongcwele uhle nge-'*Monday*' inzilo yawo iyakugcinwa *ngomgqibelo* owandulelayo.**

---

## IMIHLA YOKUZILA.

I. Imihla yamashumi mane ye-Lente.

II. Imihla ekutiwa 'Ember-Days' eyi-'*Wednesday*' ne-'*Friday*' ne '*Saturday*' ezilandela { *Icawa* yokuqala ye-Lente. Umhla we-*Pentekose.* *Setembere* 14. *Disembere* 13.

III. I-'*Monday*' ne-'*Tuesday*' ne-'*Wednesday*' eyandulelayo *umhla wokunyukela* kwe-Nkosi yetu.

IV. Yonke imihla ye-'*Friday*,' kodwa makungazilwa ngomhla we-Krisimasi noko wehlayo nge-'*Friday*.'



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# ISAZISO SEMIHLA ENGCWELE EGUQULEKAYO.

| *Umnyaka we-Nkosi yetu.* | *Icawa ezilandela i-Epifani.* | *Icawa eyi-Setwajesima.* | *Umhla wokuqala we-Lente.* | *Umhla we-Pasika.* |
|---|---|---|---|---|
| 1865 | 5 | Febuwari 12 | Maritshe 1 | Aprile 16 |
| 1866 | 3 | Januwari 28 | Febuwari 14 | —— 1 |
| 1867 | 5 | Febuwari 17 | Maritshe 6 | —— 21 |
| 1868 | 4 | —— 9 | Febuwari 26 | —— 12 |
| 1869 | 2 | Januwari 24 | —— 10 | Maritshe 28 |
| 1870 | 5 | Febuwari 13 | Maritshe 2 | Aprile 17 |
| 1871 | 4 | —— 5 | Febuwari 22 | —— 9 |
| 1872 | 3 | Januwari 28 | —— 14 | Maritshe 31 |
| 1873 | 4 | Febuwari 9 | —— 26 | Aprile 13 |
| 1874 | 3 | —— 1 | —— 18 | —— 5 |
| 1875 | 2 | Januwari 24 | —— 10 | Maritshe 28 |
| 1876 | 5 | Febuwari 13 | Maritshe 1 | Aprile 16 |
| 1877 | 3 | Januwari 28 | Febuwari 14 | —— 1 |
| 1878 | 5 | Febuwari 17 | Maritshe 6 | —— 21 |
| 1879 | 4 | —— 9 | Febuwari 26 | —— 13 |
| 1880 | 2 | Januwari 25 | —— 11 | Maritshe 28 |
| 1881 | 5 | Febuwari 13 | Maritshe 2 | Aprile 17 |
| 1882 | 4 | —— 5 | Febuwari 22 | —— 9 |
| 1883 | 2 | Januwari 21 | —— 7 | Maritshe 25 |
| 1884 | 4 | Febuwari 10 | —— 27 | Aprile 13 |
| 1885 | 3 | —— 1 | —— 18 | —— 5 |
| 1886 | 6 | —— 21 | Maritshe 10 | —— 25 |
| 1887 | 4 | —— 6 | Febuwari 23 | —— 10 |
| 1888 | 3 | Januwari 29 | —— 15 | —— 1 |

| *Umnyaka we-Nkosi yetu.* | *Umhla wokunyukela kwe-Nkosi.* | *Umhla we-Pentekose.* | *Icawa ezilandela eyo-Mtriniti.* | *Eyokuqala Icawa ye-Advente.* |
|---|---|---|---|---|
| 1865 | Me 25 | June 4 | 24 | Disembere 3 |
| 1866 | —— 10 | Me 20 | 26 | —— 2 |
| 1867 | —— 30 | June 9 | 23 | —— 1 |
| 1868 | —— 21 | Me 31 | 24 | Novembere 29 |
| 1869 | —— 6 | —— 16 | 26 | —— 28 |
| 1870 | —— 26 | June 5 | 23 | —— 27 |
| 1871 | —— 18 | Me 28 | 25 | Disembere 3 |
| 1872 | —— 9 | —— 19 | 26 | —— 1 |
| 1873 | —— 22 | June 1 | 24 | Novembere 30 |
| 1874 | —— 14 | Me 24 | 25 | —— 29 |
| 1875 | —— 6 | —— 16 | 26 | —— 28 |
| 1876 | —— 25 | June 4 | 24 | Disembere 3 |
| 1877 | —— 10 | Me 20 | 26 | —— 2 |
| 1878 | —— 30 | June 9 | 23 | —— 1 |
| 1879 | —— 22 | —— 1 | 24 | Novembere 30 |
| 1880 | —— 6 | Me 16 | 26 | —— 28 |
| 1881 | —— 26 | June 5 | 23 | —— 27 |
| 1882 | —— 18 | Me 28 | 25 | Disembere 3 |
| 1883 | —— 3 | —— 13 | 27 | —— 2 |
| 1884 | —— 22 | June 1 | 24 | Novembere 30 |
| 1885 | —— 14 | Me 24 | 25 | —— 29 |
| 1886 | June 3 | June 13 | 22 | —— 28 |
| 1887 | Me 19 | Me 29 | 24 | —— 27 |
| 1888 | —— 10 | —— 20 | 26 | Disembere 2 |

Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRES

ISIMISELO

# SOMBEDESHO WAKUSASA

OWEMIHLA NGEMIHLA.

---

¶ *Ekuqaleni kwombedesho wakusasa u-Mfundisi uyakulesesha ngelizwi elivakalayo izahlukwana kwezizibalo ezilandelayo umhlaimbi sibe sinye umhlaimbi zibe ngenani elingakumbi. Andul' ukuteta into ebaliweyo emva kwezizahlukwana.*

UMNTU okohlakeleyo akuguquka enkohlakalweni yake ayenzileyo, akwenze okufaneleyo nokulungileyo, wowusindisa umpefumlo wake uhleli. *Ezekiyeli* xviii. 27.

Ndiyavuma izigqito zam, nesono sam sihleli sipambi kwam. *Iculo* li. 3.

Maufihle ubuso bako ezonweni zam, uzicime zonke izikohlakalo zam. *Iculo* li. 9.

Amadini ka-Tixo angumoya ogqobokileyo: inkliziyo egqobokileyo nenosizi akuyikuyidela, Tixo. *Iculo* li. 17.

*R*azulani inkliziyo zenu, kungabi zingubo zenu, niguqukele e-Nkosini ku-Tixo wenu: ngokuba inofefe, inetaru, iqumba kade, inobubele obukulu, inosizi ngenxa yobubi. *Joweli* ii. 13.

Inceba nezixolelo zezika-Yehova u-Tixo wetu, noko site savukelana naye; asaliv' ilizwi le-Nkosi lo-Tixo wetu, lokuba sihambe ngemiteto yake ayibekileyo pambi kwetu. *Daniyeli* ix. 9, 10.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nkosi ndohlwaye, kodwa makube ngobulumko; makungabi ngomsindo wako, hlezè unditshabalalise kanye. *Jeremiya* x. 24; *Iculo* vi. 1.

Guqukani; ngokuba ubukumkani bezulu busebukufupi. *Mateyu* iii. 2.

Ndosuka ndiye ku-Bawo nditi kuye, Bawo ndonile ngakulo izulu nasebusweni bako, andisafanelekile ukuba ndingabizwa ngokutiwa ndingunyana wako. *Luke* xv. 18, 19.

Zungangeni ekugwebeni ngakuso isicaka sako, Nkosi; ngokuba ebusweni bako kungayikugwetyelwa namnye umntu ohleliyo. *Iculo* cxliii. 2.

Ukuba sitsho ukuti asinasono, siyazikohlisa nenyaniso ayiko kuti: kodwa ukuba siyazixela izono zetu, unyanisekile yena enobulungisa ukuba asixolele izono zetu, asihlambulule kuko konke okungalungileyo. 1 *Johane* i. 8, 9.

BAZALWANE abatandiweyo kakulu, Isibalo siyasixelela kwindawo ngendawo ukuba sizivume sizixele izono zetu ezininzi nenkohlakalo yetu; nokuba singazifihli ebusweni bo-Tixo onamandhla onke bo-Bawo wetu wasezulwini, kodwa ukuba sizivume ngenkliziyo elulamileyo, netobekileyo, negqobokileyo, nevayo; ukuze sizuze ukuxolelwa kwazo ngabo ububele bake neta*r*u lake elingenakupela. Nangona sifanel' ukuzivuma izono zetu ngolulamo pambi kwo-Tixo ngamaxesha onke; sifanel' ukwenje njalo ngokukulu manxa sihlanganayo sibutele ndawonye ukubulela izincedo esizizuzileyo ezandhleni zake, nokushumayela udumo lwake



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

olumaneleyo, nokuliv' ilizwi lake elingcwele nokuzicela ezonto eziwufaneleyo neziwulungeleyo umzimba nompefumlo. Ngako oko ndiyanitandaza nonke nina abakoyo apa, ukuba nindipeleke ngenkliziyo engcwele, nangelizwi elilulamileyo, siye esihlalweni sofefe lwasezulwini, nisiti emva kwam;

¶ *Imvumo yokutetwa yinklanganiso yonke emva kwo-Mfundisi beguqa ngamadolo bonke.*

BAWO onamandhla onke onofefe olukulu; Sipambukile salahlekana nendhlela zako njengegusha ezilahlekileyo. Sigqitisile ngokulandela amaqinga nenkanuko zenkliziyo zetu. Sonile ngakuyo imiteto yako eyingcwele. Siziyekile singazenzanga ezonto ebesifanel' ukuzenza; Sazenza ezonto ebesingafanel' ukuzenza; Akuko ukupila kuti. Kodwa Nkosi, yiba netaru pezu kwetu tina 'boni abalusizi. Banyamezele Tixo, abazixelayo iziposo zabo. Pilisa abagqobokileyo; Ngokwezitembiso zako ezishunyayelweyo ebantwini ngaye u-Kristu Yesu i-Nkosi yetu. Uze uti, Bawo onetaru elikulu, wenze ngenxa yake; Okokuba siti emva kwoku, sihlale ngokumkonza u-Tixo, ngokulungileyo nangobungcatu, Kuze kuduuyiswe igama lako elingcwele. Amen.

¶ *Isikululo nesixolelo sezono esokutetwa ngum-Priste yedwa, emi, abantu besaguqa ngamadolo.*

U-TIXO onamandhla onke, u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. ongafuniyo ukufa kwomoni, kodwa ofun' ukuba aguquke enkohlakalweni yake, apile; owanika kubafundisi bake amandhla nomteto, wokuxela



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

nowokushumayela ebantwini bake, begqobokile, ukukululwa nokuxolelwa kwezono zabo : Yena uyabaxolela abakulule bonke abaguqukayo ngokwenyaniso nabakolwayo ngokwenene yi-Vangeli yake eyincwele. Ngako oko masimtandaze ukuba asinike uguquko oluyinene, no-Moya wake Oyingcwele, ukuze ezonto esizenzayo ngokwakaloku nje zitandeke kuye ; buze ubomi betu obuseleyo emva kwoku bube mhlope, bube ngcwele ; size siti ekugqibeleni sifike enywebeni yake engunapakade ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu.

¶ *Abantu bayakupendula apa nasekugqibeleni kwayo yonke eminye imitandazo, ngokuti. Amen.*

¶ *Andul' u-Mfundisi aguqe ngamadolo, atete umtandazo we-Nkosi ngelizwi elivakalayo ; abantu besaguqa, bewuteta kunye naye, nalapa, nakuzo zonke indawo utetwa kuzo embedeshweni ka-Tixo.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni ; Zusisindise enkohlakalweni : Ngokuba ubukumkani bubobako, Namandhla engawako, Nobungcwalisa bubobako, Kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kanjalo uyakuti,*

Nkosi, yivule imilomo yetu.

*Impendulo.* Ize ilushumayele udumo lwako.

*Umpriste.* Tixo, maukauleze ukusisindisa.

*Impendulo.* Nkosi, maukauleze ukusisiza.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WAKUSASA.

¶ *Boti apa bemi bonke, um-Priste uyakuti,*

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

*Impendulo.* Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

*Umpriste.* Dumisani i-Nkosi.

*Impendulo.* Malidunyiswe igama le-Nkosi.

¶ *Kwandul' ukutetwa umhlaimbi kuculwe eliculo elilandelayo : kupela ngomhla wokuvuka kwe-Nkosi ekumiselwe limbi iculo ; kanjalo ngomhla weshumi elinesitoba wenyanga malingenziwa apa, kodwa malenziwe ngesihanjiso samaculo semihla ngemihla.*

Iculo xcv.

YIZANI masiculele e-Nkosini : masivuye ngenkliziyo emandhleni osindiso lwetu.

Masize ebusweni bayo ngombulelo : sigcobele kuyo ngamaculo.

Ngokuba i-Nkosi ingu-Tixo omkulu : ingu-Kumkani omkulu pezu kwabo bonke otixo.

Zonke inzulu zomhlaba zisesandhleni sayo : namandhla entaba ngawayo.

Ulwandhle lolwayo yalwenza : nezandhla zayo zadala umhlaba owomileyo.

Yizani masibedeshe, sitobele pantsi : siguqe ngamadolo pambi kwe-Nkosi engu-Mdali wetu.

Ngokuba yi-Nkosi engu-Tixo wetu : tina singabantu besidhlelo sayo, negusha zesandhla sayo.

Namhla, ukuba niyakuliva ilizwi layo, maningazenzi lukuni inkliziyo zenu : njengokwa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sengqunjisweni, nanjengemini yokundilinga kwenu enklango;

Okuya oyihlo benu bandihenda: bandilinga, babona imisebenzi yam.

Iminyaka yamashumi mane ndadaniswa sesisizukulwana, ndaza ndati: Ngabantu abapambukayo ngenkliziyo, ngokuba abazazanga indhlela zam.

Endafunga kubo emsindweni wam: okokuba abasayikungena ekupumleni kwam.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana: nakuye u-Moya Oyingcwele;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo: kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Andul' ukulandela amaculo njengoko amiselwe ngako. Nasekugqibeleni kwamaculo onke kuyakutiwa,*

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana: nakuye u-Moya Oyingcwele;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo: kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kwandul' ukuleseshwa ngelizwi elivakalayo* Isilesesho sokuqala *sitatyatiwe e-Testamenteni E-ndala, njengokuba kumiselwe nge-Kalenda, kupela ngemini ezimiselwe Izilesesho ezitile: lowo olesesha-yo makenje njalo ukuma nokubeka kwake, ukuba aviwe kakuhle ngabo bonke abakoyo. Nasemveni kwoko, kwotetwa umhlaimbi kuculwe iculo eli-qala ngokuti* Siyakudumisa Tixo, *imihla nge-mihla ngomnyaka wonke.*

¶ *Makugqalwe, pambi kwezilesesho zonke u-Mfu-ndisi uyakuti,* Kuqal' isahluko esitile, *umhla-imbi* isahlukwana esitile sesahluko esitile,



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

sencwadi etile : *Nasekugqibeleni kwezilesesho zonke uyakuti*, kukugqibela kwesokuqala, *umhlaimbi*, kwesibini isilesesho.

SIYAKUDUMISA Tixo : sikuvumele ukuba uyi-Nkosi.

Umhlaba wonke uyakubedesha : u-Yiso ongunapakade.

Kuwe zonke ingelosi ziyadanduluka : namazulu, nawo onke amandhla akuwo.

I-Kerubin ne-Serafin : zihlala zidanduluka, zisiti,

Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele : Nkosi, Tixo wezihlwele ;

Izulu lizele kwa nomhlaba : bubukulu bobungcwalisa bako.

Umhlambi odumileyo waba-Postile : uyakudumisa.

Ubukolwane obuhle baba-Profite : buyakudumisa.

Umkosi ongcwele wamaNgqina ako : uyakudumisa.

I-Kerike engcwele esemhlabeni wonke : iyakuvumela ;

U-Yise : obukosi bungunapakade ;

Nokupela kwo-Nyana wako : odumileyo nonyanisekileyo ;

Kwa no-Moya Oyingcwele : ongu-Monwabisi.

Ungu - Kumkani wobungcwalisa : wena, Kristu.

Ungu-Nyana ongunapakade : ka-Yise.

Ute wena, wakuzakukulula abantu : akwasidela isizalo sen-Tombi.

Ute, wakuba weyisile ubukali bokufa : wabuvulela onke amakolwa ubukumkani bezulu.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Uhleli ngasekunene kuka-Tixo : ebungcwaliseni buka-Yise.

Siyakolwa ukuba uyakuza : ube ngu-Mgwebi wetu.

Siyakutandaza ngoko, zincede izicaka zako : ozikululeyo ngegazi lako elinqabileyo.

Zenze ukuba zibalelwe ndawonye nabangcwele bako : ebungcwaliseni obungenakupela.

Nkosi sindisa abantu bako : ulitamsanqelise ilifa lako.

Bapate, ubapakamise : kude kube ngunapakade.

Siti imihla ngemihla : sihlala sikudumisa ;

Silibedesha Igama lako : kude kube ngunapakade.

Mauvume Nkosi : ukusigcina ngalemini singabi nasono.

Nkosi, sipate ngofefe : sipate ngofefe.

Nkosi, ita*r*u lako malibe pezu kwetu : njengokuba sitembele kuwe.

Nkosi, nditembele kuwe : mandingezi ndidaniswe.

*Umhlaumbi eliculo.*

NONKE nina misebenzi ye-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina zingelosi ze-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mazulu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina manzi angapezu kwesibakabaka, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nonke nina mandhla e-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina langa nenyanga, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina zinkwenkwezi zezulu, yidumiseni ı Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina zimvula nombete, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mimoya ka-Tixo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mililo nobushushu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina busika nehlobo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mibete neqabaka, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina qabaka nengqele, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mkence nekepu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina busuku nemini, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina kukanya nobumnyama, yidumiseni i-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRES

Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mibane namafu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Umhlaba mawuyidumise i-Nkosi : uyibonge, uyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina zintaba nenduli, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nonke nina zinto eziluhlaza ezisemhlabeni, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina mitombo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina zilwandhle nemilambo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina minenga nako konke okushukumayo emanzini, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nonke nina zintaka zezulu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nonke nina zinkomo nezilo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina lusapo lwabantu, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

O-Sirayeli mabayidumise i-Nkosi : bayibonge, bayipakamise kude kube ngunapakade.

Nina bapriste be-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nina zicaka ze-Nkosi, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nin' omoya nemipefumlo yabalungileyo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina bangcwele nabalulamileyo ngenkliziyo, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Nina Ananiyasi Azariyasi no-Misayeli, yidumiseni i-Nkosi : yibongeni, niyipakamise kude kube ngunapakade.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kwandul' ukuleseshwa Isilesesho sesibini sitatyatiwe e-Testamenteni entsha. Nasemveni kwoko, eliculo elilandelayo, kodwa malingenziwa apa nxa lileseshwayo esahlukweni salomini, nanxa lileseshwayo e-Vangeleni yemini ka-Johane umbatizeshi.*

Luke i. 68.

MAYIDUNYISWE i-Nkosi u-Tixo wo-Sirayeli : ngokuba utyelele ebantwini bake wabakulula.

Usivusele usindiso olunamandhla : endhlwini ka-Davide isicaka sake.

Njengokuba ebetetile ngomlomo waba-Profite bake abangcwele : abebeko kwasekuqaleni kwomhlaba.

Okokuba sisindiswe ezintshabeni zetu : nasesandhleni sabo bonke abasitiyayo ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Aze alunike ufefe abelutembisile kobawo betu : akumbule ucebano lwake olungcwele ;

Aze asenze isifungo abesifungile kubawo wetu ku-Abrahame : esokuti uyakusinika ;

Okokuba sikululwe esandhleni sentshaba zetu : simkonze singenakwoyika ;

Ngobungcwele nangobulungisa ebusweni bake : yonke imihla yobomi betu.

Nawe Mntwana, uyakubizwa ngokutiwa ungum-Profite w-Opezu konke : ngokuba uyakwandulela ubuso be-Nkosi ukulungisa i-ndhlela zayo ;

Ukwazisa ebantwini bayo usindiswa : lwokuxolelwa kwezono zabo,

Ngalo utando nobubele buka-Tixo wetu : ekungabo efikile kuti Osisifingo sapezulu ;

Ukukanyisela abahleli ebumnyameni nasetunzini lokufa : nokukokela inyawo zetu endhleleni yoxolo.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Umhlaumbi eliculo.*

Iculo c.

VUYELANI e-Nkosini, nonke nina mihlaba : yikonzeni i-Nkosi ngovuyo, nize ebusweni bayo ngemigcobo.

Yazini ukuba i-Nkosi ingu-Tixo : nguye osidalileyo asi siti, singabantu bake, negusha zesidhlelo sake.

Ngenani emasangweni ake ngombulelo, na-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

semakusini ake ngomdumiso : bulelani kuye, nilidumise Igama lake.

Ngokuba i-Nkosi inobubele, ufefe lwayo lungunapakade : nenyaniso yayo ihlal' iko kwizizukulwana ngezizukulwana.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kwandul' ukuculwa umhlaimbi kutetwe isivumo sokolo saba-Postile ngu-Mfundisi nabantu bemi : ukuba asimiselwanga ukuba sitetwe ngalomini esika-Atanasiyusi.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba :

Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wake i-Nkosi yetu, Obemitiwe ngu-Moya Oyingcwele, Wazalwa yintombi engu-Mariya, Wabandezeleka pantsi kwo-Pontiyusi Pilati, Wakuruseshwa, wafa, wangcwatywa, Wahlela enklalweni yabafileyo ; Wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke, Apo eyakubuya evela kona agwebe abahleliyo nabafileyo.

Ndiyakolwa ku-Moya Oyingcwele ; Ikerike engcwele e-Katolika ; Ubukolwane babangcwele ; Ukuxolelwa kwezono ; Ukuvuka kwomzimba ekufeni ; Nabo ubomi obungunapakade. Amen.

¶ *Emva kwoku makwenziwe lemitandazo elandelayo, beguqa bonke ; u-Mfundisi aqale ngokuti,*

I-Nkosi maibe kuni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Impendulo.* Nakumoya wako.
*Umfundisi.* Masitandaze.
Nkosi, sipate ngofefe.
*Kristu, sipate ngofefe.*
Nkosi sipate ngofefe.

¶ *Kwandul' ukutetwa Umtandazo we-Nkosi ngu-Mfundisi nabantu.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

¶ *Woza um-Priste emi, ati.*

Nkosi, sibonise ububele bako;
*Impendulo.* Usipe usindiso lwako.
*Umpriste.* Nkosi, sindisa Ukumkanikazi;
*Impendulo.* Usive ngofefe sakubizela kuwe.
*Umpriste.* Vatisa abafundisi bako ngobulungisa;
*Impendulo.* Uvuyise abantu bako abaqashiweyo.
*Umpriste.* Nkosi, sindisa abantu bako;
*Impendulo.* Ulitamsanqelise ilifa lako.
*Umpriste.* Sipe uxolo ngexesha letu Nkosi;
*Impendulo.* Ngokuba kungeko wumbi osilwelayo, nguwe wedwa, Tixo.
*Umpriste.* Tixo zenze ngcwele inkliziyo zetu pakati kwetu;
*Impendulo.* Ungasusi kuti u-Moya wako Oyingcwele.

Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Kwandul' ukulandela Imitandazwana emitatu, owokuqala wemini ekoyo, okwa nguwo omiselwe ukutetwa emtendelekweni we-Nkosi, owesibini, owokucel' uxolo ; owesitatu, owokucel' ufefe lwokuhlala ngokufanelekileyo. Imitandazwana emibini eyokugqibela mayihlal' itetwa imihla yonke Embedeshweni wakusasa njengokulandelayo, beguqa bonke.*

*Owesibini umtandazwana, owoxolo.*

TIXO, ongu-Menzi woxolo nomtandi wenkolisano, okukwazi wena bubomi betu obungunapakade, okukonza wena lukululeko kanye ; Silwele tina zicaka zako ezilulamileyo kuko konke ukulwa kwentshaba zetu ; ukuze tina sitemba kanye ekusilweleni kwako singoyiki amandhla entshaba, ngawo amandhla ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owesitatu umtandazwana, owofefe.*

NKOSI Bawo wetu wasezulwini, Tixo onamandhla onke ongunapakade, osilondolozileyo kwada kwasa ngalemini yanamhla ; Zusilondoloze ngayo ngamandhla ako amakulu ; wenze ukuba siti ngalemini singeyeli esonweni, singangeni engozini : zize zonke izenzo zetu zilungiswe ngokupata kwako, size sihlale sisenza okulungileyo ebusweni bako ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Apo kuculwa kona, kuyakulandela iculo apa.*

¶ *Kwandul' ukutetwa apa lemitandazo mihlanu elandelayo, kodwa mini kutetwayo i-Litani, lomibini eyokugqibela yodwa iyakutetwa.*

*Umtandazo wokutandazela Ukumkanikazi.*

NKOSI Bawo wetu wasezulwini, opezulu onamandhla amakulu, Kumkani kaku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

mkani, Nkosi kankosi, okupela kwo-Mpati wabapati, oti usesihlalweni sako ubone bonke abemi bomhlaba; Siyakutandaza ngenkliziyo yonke ukuba maukangele ngofefe lwako Ukumkanikazi wetu u-Vitoriya; uze umzalise ngofefe lwo-Moya wako Oyingcwele, ukuze ahlale ebeka entandweni yako, ahambe ngendhlela yako: Mvatise kakulu ngezipo zasezulwini; zumenze ukuba ahlale ngokupila nangokwonwaba; zumomeleze ukuze azoyise zonke intshaba zake, az' ati ekugqibeleni, angene eluyolweni nasenyweben engunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Umtandazo wokutandazela izalamane zokumkanikazi.*

TIXO onamandhla onke, Mtombo wako konke ukulunga, siyakukunga ngolulamo ukuba mautamsanqelise u-'Albert-Edward-Prince-of-Wales,' i-'Princess-of-Wales,' nabo bonke abantu bakowabo: Bavatise ngo-Moya wako Oyingcwele; batyebise ngofefe lwako lwasezulwini; batamsanqelise ngayo yonke inyweba; ubangenise ebukumkanini bako obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Umtandazo wokutandazela abafundisi nabantu.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, okupela kowenza imimangaliso emikulu; Tumela pezu kwo-Bishope betu, nabafundisi, nazo zonke inklanganiso ezipantsi kwabo, u-Moya opilisayo wofefe lwako; nokuze bakukolise kanye, zuhlal' ugalela pezu kwabo umbete we-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

tamsanqa lako. Kwenze oku, Nkosi, ngenxa yokudunyiswa kwo-Mteteleli wetu, no-Mtandazeli wetu, ongu-Yesu Kristu. *Amen.*

*Umtandazo ka-Krisostome.*

TIXO onamandhla onke, osipileyo ufefe okokuba siti ngenklizionye senzele kuwe imitandazo yetu, nositembisayo ukuba woti kwakubutana ababini nokuba ngabatatu egameni lako uyakubenzela izicelo zabo: Zenze kaloku ke, Nkosi, izicelo nenkanuko zezicaka zako njengokuba kungafanela zona; usipe kwelilizwe ukuyazi inyaniso yako, nakwelizakuza ubomi obungunapakade. *Amen.*

2 *Kuma-Korinte* xiii.

UFEFE lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobukolwane bo-Moya Oyingcwele, mabuhlale kuti sonke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Ukugqibela kwesimiselo sombedesho wakusasa.*

---

ISIMISELO

# SOMBEDESHO WANGOKUHLWA

OWEMIHLA NGEMIHLA.

---

¶ *Ekuqaleni kwombedesho wangokuhlwa u-Mfundisi uyakulesesha ngelizwi elivakalayo izahlukwana kwezizibalo ezilandelayo umhlaimbi sibe sinye umhlaimbi zibe ngenani elingakumbi. Andul' ukuteta into ebaliweyo emva kwezizahlukwana.*

UMNTU okohlakeleyo akuguquka enkohlakalweni yake ayenzileyo, akwenze okufane-



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

leyo nokulungileyo, wowusindisa umpefumlo wake uhleli. *Ezekiyeli* xviii. 27.

Ndiyavuma izigqito zam, nesono sam sihleli sipambi kwam. *Iculo* li. 3.

Maufihle ubuso bako ezonweni zam, uzicime zonke izikohlakalo zam. *Iculo* li. 9.

Amadini ka-Tixo angumoya ogqobokileyo, inkliziyo egqobokileyo nenosizi akuyikuyidela, Tixo. *Iculo* li. 17.

*R*azulani inkliziyo zenu kungabi zingubo zenu, niguqukele e-Nkosini ku-Tixo wenu; ngokuba inofefe, ineta*r*u, iqumba kade, inobubele obukulu, inosizi ngenxa yobubi. *Joweli* ii. 13.

Inceba nezixolelo zezika-Yehova u-Tixo wetu, noko site savukelana naye, asaliv' ilizwi le-Nkosi lo-Tixo wetu, lokuba sihambe ngemiteto yake ayibekileyo pambi kwetu. *Daniyeli* ix. 9, 10.

Nkosi ndohlwaye, kodwa makube ngobulumko; makungabi ngomsindo wako, hleze unditshabalalise kanye. *Jeremiya* x. 24; *Iculo.* vi. 1.

Guqukani; ngokuba ubukumkani bezulu busebukufupi. *Mateyu* iii. 2.

Ndosuka ndiye kubawo, nditi kuye, Bawo ndonile ngakulo izulu nasebusweni bako, andisafanelekile ukuba ndingabizwa ngokutiwa ndingunyana wako. *Luke* xv. 18, 19.

Zungangeni ekugwebeni ngakuso isicaka sako, Nkosi; ngokuba ebusweni bako kungayikugwetyelwa namnye umntu ohleliyo. *Iculo* cxliii. 2.

Ukuba sitsho ukuti asinasono, siyazikohlisa nenyaniso ayiko kuti: kodwa ukuba siyazixela



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

izono zetu, unyanisekile yena enobulungisa ukuba asixolele izono zetu, asihlambulule kuko konke okungalungileyo. 1 *Johane* i. 8, 9.

BAZALWANE abatandiweyo kakulu, Isibalo siyasixelela kwindawo ngendawo ukuba sizivume sizixele izono zetu ezininzi nenkohlakalo yetu, nokuba singazifihli ebusweni bo-Tixo onamandhla onke bo-Bawo wetu wasezulwini, kodwa ukuba sizivume ngenkliziyo elulamileyo, netobekileyo, negqobokileyo, nevayo; ukuze sizuze ukuxolelwa kwazo, ngabo ububele bake neta*r*u lake elingenakupela. Nangona sifanel' ukuzivuma izono zetu ngolulamo pambi kwo-Tixo ngamaxesha onke; sifanel' ukwenjenjalo ngokukulu manxa sihlanganayo sibutele ndawonye ukubulela izincedo esizizuzileyo ezandhleni zake, nokushumayela udumo lwake olumfaneleyo, nokuliv' ilizwi lake elingcwele, nokuzicela ezonto eziwufaneleyo neziwulungeleyo umzimba nompefumlo. Ngako oko ndiyaniyala ndinitandaze nonke nina abakoyo apa, ukuba nindipeleke ngenkliziyo engcwele nangelizwi elilulamileyo, siye esihlalweni sofefe lwasezulwini, nisiti emva kwam;

¶ *Imvumo yokutetwa yinklanganiso yonke emva kwo-Mfundisi beguqa ngamadolo bonke.*

BAWO onamandhla onke onofefe olukulu; Sipambukile salahlekana nendhlela zako njengegusha ezilahlekileyo. Sigqitisile ngokulandela amaqinga nenkanuko zenkliziyo zetu. Sonile ngakuyo imiteto yako eyingcwele. Siziyekile singazenzanga ezonto ebe-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sifanel' ukuzenza; Sazenza ezonto ebesingafanel' ukuzenza; Akuko ukupila kuti. Kodwa Nkosi, yiba neta*r*u pezu kwetu, tina 'boni abalusizi. Banyamezele Tixo, abazixelayo iziposo zabo. Pilisa abagqobokileyo; Ngokwezitembiso zako ezishunyayelweyo ebantwini ngaye u-Kristu Yesu i-Nkosi yetu. Uze uti Bawo oneta*r*u elikulu, wenze ngenxa yake; Okokuba siti emva kwoku, sihlale ngokumkonza u-Tixo, ngokulungileyo, nangobungcatu, Kuze kudunyiswe igama lako elingcwele. Amen.

¶ *Isikululo nesixolelo sezono esokutetwa ngum-Priste yedwa, emi, abantu besaguqa ngamadolo.*

U-TIXO onamandhla onke, u Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ongafuniyo ukufa kwomoni, kodwa ofun' ukuba aguquke enkohlakalweni yake apile; owanika kubafundisi bake amandhla nomteto, wokuxela nowokushumayela ebantwini bake, begqobokile, ukukululwa nokuxolelwa kwezono zabo: Yena uyabaxolela abakulule bonke abaguqukayo ngokwenyaniso nabakolwayo ngokwenene yi-Vangeli yake eyingcwele. Ngako oko masimtandaze ukuba asinike uguquko oluyinene no-Moya wake Oyingcwele, ukuze ezonto esizenzayo ngokwakaloku nje zitandeke kuye; buze ubomi betu obuseleyo emva kwoku bube mhlope bube ngcwele, size siti ekugqibeleni sifike enywebeni yake engunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Andul' um-Fundisi aguqe ngamadolo atete umtandazo we-Nkosi; abantu besaguqa bewuteta kunye naye.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bubobako, Namandhla engawako, Nobungcwalisa bubobako, kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kanjalo uyakuti,*

Nkosi, yivule imilomo yetu.
*Impendulo.* Ize ilushumayele udumo lwako.
*Umpriste.* Tixo, maukauleze ukusisindisa.
*Impendulo.* Nkosi, maukauleze ukusisiza.

¶ *Boti apa bemi bonke, um-Priste uyakuti,*

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana; nakuye u-Moya Oyingcwele;
*Impendulo.* Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo: kude kube ngunapakade. Amen.
*Umpriste.* Dumisani i-Nkosi.
*Impendulo.* Malidunyiswe igama le-Nkosi.

¶ *Kwandule kuculwe umhlaimbi kutetwe Amaculo njengoko amiselwe ngako. Kulandel' Isilesesho sitatyatiwe e-Testamenteni endala, njengoko kumiselwe ngako. Nasemveni kwoko eliculo, njengokulandelayo.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Luke i.

UMPEFUMLO wam uyayibonga i-Nkosi : nomoya wam uvuyele ku-Tixo u-Msindisi wam.

Ngokuba ukukangele : ukutotywa kwesicakakazi sake.

Ngokuba emva kwoku : zonke izizukulwana zondibiza ngonetamsanqa.

Ngokuba Onamandhla undenzele imimangaliso : negama lake liyingcwele.

Nofefe lwake lupezu kwabamoyikayo : kuzo zonke izizukulwana.

Uvelisile amandhla ngengalo yake : wabacita abane*r*atshi ekucingeni kwenkliziyo zabo.

Ubatobile esihlalweni sabo abanobukosi : wabapakamisa abalulamileyo.

Ubahlutisile ngento ezimnandi abalambileyo : nabazizityebi ubandulule ze.

Wati ekumbula ufefe lwake, wasinceda isicaka sake u-Sirayeli : njengokuba ebetembisile kobawo ku-Abrahame nenzalo yake, kude kube ngunapakade.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Umhlaumbi eliculo, akuba asingomhla oweshumi elinesitoba wenyanga, eliyakuti ngawo litetwe endaweni yalo emaculweni.*

Iculo xcviii.

CULELANI e-Nkosini iculo elitsha : ngokuba yenzile imimangaliso.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ngesandhla sayo sokunene, nangengalo yayo eyingcwele : izizuzele isoyiso.

I-Nkosi ilushumayele usindiso lwayo : ubulungisa bayo ibubonakalisile ebusweni bezizwe zonke.

Ilukumbule ufefe nenyaniso ngakuyo indhlu yo-Sirayeli : nazo zonke incam' zomhlaba zilubonile usindiso lo-Tixo wetu.

Gcobani e-Nkosini, nonke nina mihlaba : culani, nivuye, nenze imibulelo.

Yibongeni i-Nkosi ngohadi : culani ngohadi iculo lombulelo.

Ngamaxilongo nangexilongo elikulu : gcobani pambi kwe-Nkosi engukumkani.

Ulwandhle malugqume nako konke okupakati kwalo : umhlaba nabahleli kuwo.

Imilambo mayombele, nenduli mazivuye kunye pambi kwe-Nkosi : ngokuba iza kugweba umhlaba.

Iyakugweba ilizwe ngokulunga : nabantu ngokulungileyo.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kulandel' Isilesesho sitatyatiwe e-Testamenteni entsha, njengoko kumiselwe ngako. Nasemveni kwoko eliculo, njengokulandelayo.*

Luke ii. 29.

NKOSI kaloku uyasindulula isicaka sako ngoxolo : ngokwelizwi lako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ngokuba amehlo am : ebonile usindiso lwako,

Olulungisileyo : ebusweni babantu bonke;

Lube sisikanyiso sokukanyisela izizwe : nobungcwalisa babantu bako o-Sirayeli.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Umhlaumbi eliculo, ukuba asingomhla oweshumi elinesibini wenyanga.*

Iculo lxvii.

WANGA u-Tixo angasipata ngofefe, asitamsanqelise : asibonise ukukanya kwobuso bake.

Ize indhlela yako yaziwe emhlabeni : nosindiso lwako pakati kwezizwe zonke.

Abantu mabakudumise Tixo : bonke abantu mabakudumise.

Izizwe mazivuye zigcobe : ngokuba uyakugweba abantu ngokulungileyo, uzipate izizwe ezisemhlabeni.

Abantu mabakudumise Tixo : bonke abantu mabakudumise.

Woz' umhlaba uvelise iziqamo zawo : no-Tixo, kwa u-Tixo wetu, uyakusitamsanqelisa.

U-Tixo uyakusitamsanqelisa : zaziyakuti zonke incam' zomhlaba zimoyike.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kwandul' ukutetwa umhlaimbi kuculwe isivumo sokolo saba-Postile ngu-Mfundisi nabantu, bemi.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba; Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wake i-Nkosi yetu, Obemitiwe ngu-Moya Oyingcwele, Wazalwa yintombi engu-Mariya, Wabandezeleka pantsi kwo-Pontiyusi Pilati, Wakuruseshwa, wafa, wangcwatywa, Wahlela enklalweni yabafileyo; Wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke, Apo eyakubuya evela kona agwebe abahleliyo nabafileyo. Ndiyakolwa ku-Moya Oyingcwele; Ikerike engcwele e-Katolika; Ubukolwane babangcwele; Ukuxolelwa kwezono; Ukuvuka kwomzimba ekufeni; Nabo ubomi obungunapakade. Amen.

¶ *Emva kwoku makwenziwe lemitandazo elandelayo, beguqa bonke; u-Mfundisi aqale ngokuti,*

Inkosi maibe kuni.
*Impendulo.* Nakumoya wako.
*Umfundisi.* Masitandaze.
Nkosi, sipate ngofefe.
*Kristu, sipate ngofefe.*
Nkosi, sipate ngofefe.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

¶ *Woza um-Priste emi, ati,*

Nkosi, sibonise ububele bako;
*Impendulo.* Usipe usindiso lwako.
*Umpriste.* Nkosi, sindisa ukumkanikazi;
*Impendulo.* Usive ngofefe sakubizela kuwe.
*Umpriste.* Vatisa abafundisi bako ngobulungisa;
*Impendulo.* Uvuyise abantu bako abaqashiweyo.
*Umpriste.* Nkosi, sindisa abantu bako;
*Impendulo.* Ulitamsanqelise ilifa lako.
*Umpriste.* Sipe uxolo ngexesha letu, Nkosi;
*Impendulo.* Ngokuba kungeko wumbi osilwelayo, nguwe wedwa Tixo.
*Umpriste.* Tixo, zenze ngcwele inkliziyo zetu pakati kwetu;
*Impendulo.* Ungasusi kuti u-Moya wako Oyingcwele.

¶ *Kwoza kulandel' Imitandazwana emitatu; owokuqala, owemini ekoyo; owesibini, woxolo; owesitatu, woncedo ezingozini zonke, njengokulandelayo. Lomitandazwana emibini eyokuyqibela mayihlal' itetwa imihla yonke embedeshweni wangokuhlwa.*

*Umtandazwana owesibini wombedesho wangokuhlwa.*

TIXO, ekuvela kuwe zonke inkanuko ezingcwele, nawo onke amacebo alumki-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

leyo, nayo yonke imisebenzi elungileyo; Sipe tina zicaka zako oloxolo esingenakulunikwa ngumhlaba; zize inkliziyo zetu zimiselwe ukuyigcina imiteto yako, nati silondoloziwe nguwe nje ekuzoyikeni intshaba zetu, sihlale ngokupumla nangoxolo, ngenxa yemfanelo zika-Yesu Kristu u-Msindisi wetu. *Amen.*

*Umtandazwana owesitatu, woncedo ezingozini zonke.*

BUKANYISE ubumnyana betu, siyakutandaza, Nkosi; uti ngofefe lwako olukulu, usilondoloze kuzo zonke ingozi zobubusuku; ngalo utando lwokupela kwo-Nyana wako ongu-Yesu Kristu u-Mkululi wetu. *Amen.*

¶ *Apo kuculwa kona, kuyakulandela Iculo apa.*

*Umtandazo wokutandazela Ukumkanikazi.*

NKOSI Bawo wetu wasezulwini, opezulu onamandhla amakulu, Kumkani kakumkani, Nkosi kankosi, okupela kwo-Mpati wabapati, oti usesihlalweni sako ubone bonke abemi bomhlaba; Siyakutandaza ngenkliziyo yonke ukuba maukangele ngofefe lwako Ukumkanikazi wetu u-Vitoriya; uze umzalise ngofefe lwo-Moya wako Oyingcwele, ukuze ahlale ebeka entandweni yako, ahambe ngendhlela yako: Mvatise kakulu ngezipo zasezulwini; zumenze ukuba ahlale ngokupila nangokwonwaba; zumomeleze ukuze azoyise zonke intshaba zake; az' ati ekugqibeleni, angene eluyolweni nasenywebeni engunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umtandazo wokutandazela izalamane zokumkanikazi.*

TIXO onamandhla onke, Mtombo wako konke ukulunga, siyakukunga ngolulamo ukuba mautamsanqelise u-'Albert-Edward-Prince-of-Wales,' i-'Princess-of-Wales,' nabo bonke abantu bakowabo: Bavatise ngo-Moya wako Oyingcwele: batyebise ngofefe lwako lwasezulwini; batamsanqelise ngayo yonke inyweba; ubangenise ebukumkanini bako obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Umtandazo wokutandazela abafundisi nabantu.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, okupela kowenza imimangaliso emikulu; Tumela pezu kwo-Bishope betu, nabafundisi, nazo zonke inklanganiso ezipantsi kwabo, u-Moya opilisayo wofefe lwako, nokuze bakukolise kanye, zuhlal' ugalela pezu kwabo umbete wetamsanqa lako. Kwenze oku Nkosi, ngenxa yokudunyiswa kwo-Mteteleli wetu, no-Mtandazeli wetu, ongu-Yesu Kristu. *Amen.*

*Umtandazo ka-Krisostome.*

TIXO onamandhla onke, osipileyo ufefe okokuba siti ngenkliziyonye senzele kuwe imitandazo yetu; notembisayo ukuba woti kwakubutana ababini nokuba ngabatatu egameni lako uyakubenzela izicelo zabo: zenze kaloku ke Nkosi izicelo nenkanuko zezicaka zako njengokuba kungafanela zona; usipe kwelilizwe ukuyazi inyaniso yako, nakwelizakuza ubomi obungunapakade. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

2 *Kuma-Korinte* xiii.

UFEFE lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobukolwane bo Moya Oyingcwele mabuhlale kuti sonke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Ukugqibela kwesimiselo sombedesho wangokuhlwa.*

---

## EMBEDESHWENI WAKUSASA,

¶ *Ngalemihla emikulu; ekukuti,* ngemini yokuzalwa kuka-Kristu, ngemini yokubonakaliswa kwake kwizilumko, ngemini ka-Matiyasi ngemini yokuvuka kwe-Nkosi, ngemini yokunyukela kwayo ezulwini, ngemini yokuhla kwo-Moya Oyingcwele, ngemini ka-Johane Umbatizeshi, ngemini ka-Yakobi, ngemini ka-Batolomeyu, ngemini ka-Mateyu, ngemini ka-Simone no-Jude, ngemini ka-Andrewu, nange-Cawa yo-Mtriniti, *kwovunywa umhlaimbi kutetwe embedeshweni wakusasa, endaweni yesivumo sokolo saba-Postile, esisivumo sokolo lwetu lwaba-Kristu, esikutiwa ukubizwa kwaso,* sisivumo sokolo sika-Atanasiyusi, *ngu-Mfundisi nangabantu, bemi.*

LOWO osukuba efun' ukusindiswa : pambi kwento zonke kufanelekile ukuba akolwe yinkolo e-Katolika.

Lenkolo ke ukuba umntu akayigcini iyonke ingenanto : ngokwenene uyakutshabalala kanye.

Inkolo ekatolika yiyo le : yokuba simkonze u-Tixo emnye oziziqu ezitatu, neziqu ezitatu ezingu-Tixo emnye.

Singadibanisi iziqu : singahluli isimilo sazo.

Ngokuba kuko isiqu esinye so-Yise, nesinye so-Nyana : nesinye so-Moya Oyingcwele.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Kodwa ubu-Tixo bo-Yise, nobo-Nyana, nobo-Moya Oyingcwele bunye : ubungcwalisa buyafana nobukulu bulingene ngobungunapakade.

Oko akuko u-Yise ukwakuko u-Nyana : ukwakuko no-Moya Oyingcwele.

U-Yise akadalwanga, u-Nyana akadalwanga : no-Moya Oyingcwele akadalwanga.

U-Yise akanambaliso, u-Nyana akanambaliso : no-Moya Oyingcwele akanambaliso.

U-Yise ungunapakade, u-Nyana ungunapakade : no-Moya Oyingcwele ungunapakade.

Kanti noko abangonapakade ababatatu : kodwa ongunapakade mnye.

Kwanjalo ababatatu abangenambaliso, ababatatu abangadalwanga : kodwa mnye ongadalwanga, mnye ongenambaliso.

Kwanjalo ke u-Yise unamandhla onke, u-Nyana unamandhla onke : no-Moya Oyingcwele unamandhla onke.

Kanti noko ababatatu abangonamandhla onke : mnye onamandhla onke.

Kwanjalo ke u-Yise ungu-Tixo, u-Nyana ungu-Tixo : no-Moya Oyingcwele ungu-Tixo.

Kanti noko ababatatu abango-Tixo : mnye ongu-Tixo.

Kwanjalo ke u-Yise uyi-Nkosi, u-Nyana uyi-Nkosi : no-Moya Oyingcwele uyi-Nkosi.

Kanti noko asizi-Nkosi ezintatu : kodwa inye i-Nkosi.

Ngokuba, njengokuba sinyanzelwe yinyaniso ka-Kristu : ukuzivuma ukuba zonke iziqu ngazinye zingu-Tixo ziyi-Nkosi ;

Kwanjalo ke saliwe yinkolo eyikatolika : ukuti, kuk' o-Tixo abatatu ne-Nkosi ezintatu.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

U-Yise akenziwanga : akadalwanga, akazalwanga.

U-Nyana ungowakuye u-Yise yedwa : akenziwanga, akadalwanga, wayezelwe.

U-Moya Oyingcwele ungowakuye u-Yise no-Nyana : akenziwanga, akadalwanga, akazalwanga, kodwa uvela kubo.

Ngako oku mnye u-Yise ababatatu o-Yise, mnye u-Nyana ababatatu o-Nyana : mnye u-Moya Oyingcwele ababatatu o-Moya abayingcwele.

Nakuye u-Mtriniti lowo akuk' ongapambi nongasemva kwomnye : akuk' ongapezulu nongapantsi kwomnye.

Kodwa iziqu zontatu zilingene ngobukulu : nangobungunapakade bazo.

Kuze kuti entweni zonke, njengokuba bekuxeliwe : makukonzwe u-Tixo emnye oziziqu ezitatu, neziqu ezitatu ezingu-Tixo emnye.

Lowo ofun' ukusindiswa ke : makabuqonde njalo ubu-Triniti.

Kanjalo kuswelekile ngakubo ubomi obungunapakade : okokuba akolwe ngokuqinisekileyo ngako ukwenziwa abe yinyama kwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu.

Ngokuba inkolo eyinyaniso yile, okokuba sikolwe sixele : ukuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, u-Nyana ka-Tixo, ingu-Tixo, ingumntu.

Ingu-Tixo ngokwo-Yise ezelwe pambi kwamazwe : ingumntu ngokwonina ezelwe emhlabeni ;

Ingu-Tixo kanye, ingumntu kanye : inompefumlo oqondayo nomzimba ngokwabantu ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Elingene no-Yise ngobu-Tixo bake : engapantsi kwo-Yise ngobuntu bake.

Ote, noko engu-Tixo, engumntu : akababini, kodwa ungu-Kristu omnye ;

Emnye, kungengako ukuguqulwa kwobu-Tixo bube yinyama : kodwa ngokungeniswa kwobuntu ku-Tixo.

Emnye kanye ; kungengako ukudityaniswa kwesimilo : kodwa ngokuhlanganiswa kwezíqu ndawonye.

Ngokuba, kwa njengokuba umpefumlo nomzimba zingumntu omnye : kwanjalo u-Tixo nomntu bangu-Kristu omnye ;

Owabandezeleka ngenxa yosindiso lwetu : wehlela enklalweni yabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu.

Wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kwo-Yise, u-Tixo onamandhla onke : apo wovela kona aze ukugweba abahleliyo nabafileyo.

Ekuyakuti ekufikeni kwake kubuye kuvuke bonke abantu ngemizimba yabo : bazitetelele ngokwezenzo zabo.

Bati abenzileyo okulungileyo bangene ebomini obungunapakade : bati nabenze okukohlakeleyo bangene emlilweni ongunapakade.

Oku kuyinkolo eyikatolika : ekuyakuti ukuba umntu akakolwa kuyo ngokungenakushukunyiswa angabi nakusindiswa.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

# I-LITANI.

¶ *Kulandel' apa umtandazo wokutandazela into zonke ezitandazelwayo okutiwa yi-Litani, eyakutetwa umhlaumbi iculwe emva kwombedesho wakusasa ngemini zecawa, nango-'Wednesday,' nango-'Friday,' nangamanye amaxesha kwakutshiwo ngumfundisi omkulu.*

TIXO u-Yise wasezulwini : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.

*Tixo u-Yise wasezulwini, sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.*

Tixo u-Nyana um-Kululi wabantu : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.

*Tixo u-Nyana um Kululi wabantu : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.*

Tixo u-Moya Oyingcwele, ovela ku-Yise naku-Nyana : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.

*Tixo u-Moya Oyingcwele, ovela ku-Yise naku-Nyana : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.*

M-Triniti Oyingcwele, onamatamsanqa nobungcwalisa : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.

*M-Triniti Oyingcwelc, onamatamsanqa nobungcwalisa : sipate ngofefe tina 'boni abalusizi.*

Zungakumbuli, Nkosi, izono zetu nezono zobawo betu ; ungazipindezeleli zona : sinyamezele Nkosi elungileyo, banyamezele abantu bako obakululeyo ngegazi lako elinqabileyo, ungasiqumbeli kude kube ngunapakade.

*Sinyamezele, Nkosi elungileyo.*

Kuyo yonke inkohlakalo nobubi ; kuso isono, kuwo amaqinga nokulwa kuka-Satane ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kuwo umsindo wako, nakuko ukugwetywa okungunapakade,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Kubo bonke ubumfama benkliziyo: kulo iratshi, noqayiso, nohanahaniso; kulo ulunya notiyano, nakuko konke ukungatandi,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Kuwo umbulo, naso sonke esinye isono esibulalayo; nakuzo zonke inkohliso zomhlaba, nezenyama, nezo-Satane,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Kuyo imibane noqwitela; kuzo izibeto nezifo ezibulalayo, nendhlala; kuyo imfazwe nemibulalo, nakuko ukufa ngokwalama,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Kuko konke ukunceteza ngasese, nakuko ukuvukelana nenkosi zetu; kuyo yonke imfundiso yobuxoki, nakuko ukwahlukana ekerikeni; kubo ubulukuni benkliziyo, nakuko ukudela izwi lako nomteto wako,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Ngayo imfihlakalo yokwenziwa kwako ube yinyama; ngako ukuzalwa kwako okungcwele, nokwaluswa kwako; ngako ukubatizeshwa kwako, ngako ukuzila nokulingwa kwako,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Ngazo inklungu zako ezinkulu, nokubila kwako igazi; ngayo ikuruse yako nokuva kwako ubunzima; ngako ukufa kwako nokungcwatywa; ngako ukuvuka kwako okungcwalisekileyo nokunyukela kwako ezulwini; nangako ukuza kwo-Moya Oyingcwele,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Ngalo lonke ixesha lokubandezelwa kwetu;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngalo lonke ixesha lobutyebi; ngexesha lokufa, nangemini yomgwebo,

*Sisindise, Nkosi elungileyo.*

Tina 'boni siyakukunga ukuba mausive, Nkosi Tixo; nokuba mauvume ukuyipata i-Kerike yako eyingcwele ekuzo zonke indawo, ukuze ihambe ngendhlela yenyaniso;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukusigcina nokusomeleza enkonzweni yako, nasenklalweni eyingcwele nelungileyo isicakakazi sako u-Vitoria, ukumkanikazi nompati wetu;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukupata inkliziyo yake enkolweni yako, nasekukwoyikeni, nasekutandeni wena, nokuba ahlal' etembela kuwe, engxamel' ukuba kudunyiswe wena;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukuba ngumlweli nomgcini wake, umnike ukuba azoyise zonke intshaba zake;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukutamsanqelisa nokugcina u-'Albert-Edward-Prince-of-Wales', i-'Princess-of-Wales,' nabo bonke abantu bakowabo;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubakanyisa bonke o-Bishope, naba-Priste, nama-Dikone, baze ba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lazi baliqonde ngokwenyaniso ilizwi lako ; bati ngokufundisa nangokuhlala kwabo balishumayele balibonakalise ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubavatisa onke amapakati nabantu abakulu ngobubele, ngobulumko, nangokuqonda ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubatamsanqelisa nokubagcina abatet' amatyala, ubape ufefe lwokuba bagwebe ngokungileyo, bayigcine nenyaniso ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubatamsanqelisa nokubagcina bonke abantu bako ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukuzipa izizwe zonke uxolo, utandano, novumelano ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukusipa inkliziyo eyakukutanda ikwoyike wena, size sihambe ngemiteto yako ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubapa bonke abantu bako ulwongezo lwofefe lwako, baze balive ngokululamileyo ilizwi lako, balamkele ngokulitanda kanye, baze bavelise iziqamo zoMoya wako ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukungenisa endhleleni yenyaniso bonke abapambukileyo nabakohlisiweyo ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubomeleza abemiyo, ukubatutuzela nokubanceda abankliziyo zibutataka ; ubapakamise abawayo ; uti ngokugqibela umkahlele pantsi kwenyawo zetu u-Satane ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubasiza ubancede ubonwabise bonke abasengozini, nasekusweleni, nasembandezelweni ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubagcina bonke abahambayo emhlabeni nasemanzini, bonke abafazi abev' inimba yokuzala, bonke abafayo nabantwana abancinane ; nokubonisa ububele bako pezu kwabo bonke abangababanjwa nabasentolongweni ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukuzilwela nokuzondhla inkedama, nabahlolokazi, nabo bonke abalahliweyo nababandezelweyo ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukubapata bonke abantu ngofefe ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukuxolela intshaba zetu, nababandezeli betu, nabahlebi betu, uziguqule inkliziyo zabo ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukusinika nokusigcinela iziqamo zomhlaba, size sizamkele ngexesha lazo ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Ukuba mauvume ukusinika ugqoboko lwenyaniso ; usixolele zonke izono zetu, zokulibala kwetu nokungazi kwetu ; usipe ufefe lwo-Moya wako Oyingcwele size silungise ukuhlala kwetu ngokwelizwi lako elingcwele ;

*Siyakukunga ukuba mausive, Nkosi elungileyo.*

Nyana ka-Tixo : siyakukunga ukuba mausive.

*Nyana ka-Tixo : siyakukunga ukuba mausive.*

Mvana ka-Tixo : esusayo izono zelizwe ;

*Sipe uxolo lwako.*

Mvana ka-Tixo : esusayo izono zelizwe ;

*Sipate ngofefe.*

Kristu mausive.

*Kristu mausive.*

Nkosi sipate ngofefe.

*Nkosi sipate ngofefe.*

Kristu sipate ngofefe.

*Kristu sipate ngofefe.*

Nkosi sipate ngofefe.

*Nkosi sipate ngofefe.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Kwandul' ukutetwa umtandazo we-Nkosi ngum-Priste nangabantu kunye naye.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Umpriste.* Nkosi, zungasipati ngokufanelwe zizono zetu.

*Impendulo.* Ungasivuzi ngokufanelwe zizikohlakalo zetu.

Masitandaze.

TIXO Bawo onetaru, ongakudeliyo ukugula kwenkliziyo egqobokileyo nezicelo zabanosizi; yincede ngofefe imitandazo yetu esiyenzayo pambi kwako kuzo zonke inkatazo nezixakeko zetu, zakusihlela; uze usive ngobubele bako, zize ziti ezozibulalo esizenzelwa zona bubuqinga nobulumko buka-Satane nobabantu zitshatyalaliswe kanye, zicitakaliswe ngokulondoloza kwako; size siti tina zicaka zako, singenziwanganto zimbandezelo, sihlale sibulela kuwe e-Kerikeni yako eyingcwele, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi Yetu.

*Vuka Nkosi, usincede, usisindise ngenxa yegama lako.*

TIXO, sizivile ngendhlebe zetu, nobawo betu basixelele izenzo ezikulu ubuzenza nge-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mihla yabo nangexesha lakudala ebelingapambi kwabo.

*Vuka Nkosi, usincede, usisindise ngenxa yodumo lwako.*

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

*Impendulo.* Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

Sigcine ezintshabeni zetu, Kristu.

*Ubukangele ngobubele ubunzima betu.*

Zikangele ngenceba intsizi zenkliziyo zetu.

*Uzixolele ngofefe izono zabantu bako.*

Nceda, uyive ngofefe imitandazo yetu.

*Nyana ka-Davide, sipate ngosizi.*

Mausive kaloku nangamaxesha onke, Kristu.

*Zusive ngofefe Kristu, usive ngofefe, Nkosi Kristu.*

*Umpriste.* Nkosi itaru lako malibonakaliswe pezu kwetu.

*Impendulo.* Njengokuba sitembele kuwe.

Masitandaze.

SIYAKUTANDAZA ngokululamileyo, Bawo, ukuba maukangele ngofefe ubulwelwe betu ; uz' uti ngenxa yobungcwalisa begama lako ubunqande kuti bonke obobubi obusifaneleyo ; zusincede ukuze siti kuzo zonke inkatazo zetu, silibeke lonke itemba letu elufefeni lwako, size sihlale sikonza wena ngenklalo elungileyo neyingcwele ; kube kukudunyiswa nokungcwaliswa kwako ; ngenxa yokupela kwoMahluli no-Mteteleli wetu, ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umtandazo ka-Krisostome.*

TIXO onamandhla onke, osipileyo ufefe okokuba siti ngenkliziyonye senzele kuwe imitandazo yetu, nositembisayo ukuba woti kwakubutana ababini nokuba ngabatatu egameni lako uyakubenzela izicelo zabo : Zenze kaloku ke Nkosi izicelo nenkanuko zezicaka zako njengokuba kungafanela zona ; usipe kwelilizwe ukuyazi inyaniso yako, nakwelizakuza ubomi obungunapakade. *Amen.*

2 *Kuma-Korinte* xiii.

UFEFE lwe-Nkosi Yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobukolwane bo-Moya Oyingcwele, mabuhlale kuti sonke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Ukugqibela kwe-Litani.*

---

# IMITANDAZO NEMIBULELO,

## YAMAXESHA ATILE.

*Eyokwenziwa ngapambi kwemitandazo emibini eyokugqibela ye-Litani, umhlaimbi eyombedesho wakusasa nowangokuhlwa.*

---

## IMITANDAZO.

*Umtandazo owokucela imvula.*

TIXO Bawo wasezulwini, obatembisileyo ngo-Yesu Kristu u-Nyana wako, bonke ababu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

funayo ubukumkani bako nobulungisa babo, ukuba uyakubapa zonke izinto eziswelekileyo ekugcineni kwemizimba yabo; Situmele, siyakutandaza, entswelweni yetu, imvula eziyakuti ngokukoliseka kwazo, zisizuzise iziqamo zomhlaba, size sonwabe sikudumise; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owokucela ukuqabuka kwezulu.*

TIXO Nkosi enamandhla onke, owati ngenxa yezono zabantu wawuntywilisa umhlaba wonke, kwada kwasala abantu abasibozo kupela, waza wati emva kwoko watembisa ngofefe lwako olukulu, ukuba akusayikuz' ubuye wenjenjalo ukuwutshabalalisa; Siyakutandaza ngokululamileyo ukuba, nakuba sisifaneleyo isibeto semvula nesamanzi ngenxa yezono zetu, kodwa noko siguquka nje ngokwenyaniso, zulenjenjalo ukulipata izulu, size sizuze iziqamo zomhlaba ngexesha lazo, siti ngako ukusohlwaya kwako, sikulungise ukuhlala kwetu, sikudumise sikungcwalise ngenxa yenceba yako enkulu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Ngexesha lokudula nelendhlala.*

TIXO Bawo wetu wasezulwini, okusisipo sako sokuba kun' imvula, kucume umhlaba, kwande inkomo nezilo; Bukangele, siyakutandaza ubunzima babantu bako; uze wenze okokuba okukusweleka nokudula esikuvayo ngelixesha ngokufanelwe zizono zetu, kutiwe ngenxa yobubele bako kuguqulwe kube yindyebo nobuninzi; ngenxa yotando luka-Yesu



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

Kristu i-Nkosi yetu, ekuti kuye kwa nakuwe naku-Moya Oyingcwele kubeko lwonke udumiso nobungcwalisa, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

*Umhlaimbi lo.*

TIXO Bawo onofefe, owati ngexesha lika-Elija umprofite e-Samariya waguqula ukusweleka okukulu nendhlala kwaba yindyebo nobuninzi ; Sipate ngofefe, size siti, esisohlwaywa ngelixesha ngento enjalo ngenxa yezono zetu, sifumane uncedo ngexesha elilungileyo : Zandise iziqamo zomhlaba ngetamsanqa lako lasezulwini, usipe okokuba siti tina, sisamkela isisa sako esikulu, sikungcwalise ngaso, sibakulule abasweleyo, sonwabe ngokwetu ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Ngexesha lemfazwe nelempitizelo.*

TIXO onamandhla onke, Kumkani kakumkani, Mpati wazo zonke izinto, omandhla engenakwaliwa, okukokwako ukwohlwaya aboni ngokubafaneleyo, nokuba notaru pezu kwabaguqukayo ngokwenene ; Sisindise, siyakutandaza ngokululamileyo, usilondoloze ezandhleni zabazintshaba zetu ; lidambise iratshi labo, uwuncipise umona wabo, uwonakalise amaqinga abo ; size siti, sixobile ngokusilwela kwako, sihlale sigcinwa ezingozini zonke, size sikudumise okupela kwomniki wolwoyiso ; ngenxa yemfanelo zowokupela kwo-Nyana wako, ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Ngexesha lezifo ezikulu nemikuhlane.*

TIXO onamandhla onke, owati ngengqumbo yako wabatumela abantu bako besenklango isifo esibulalayo, ngenxa yokungeva kwabo nokuvukelana kwabo ngakubo o-Mosesi no-Arone; nowati kanjako ngexesha lika-Davide ukumkani, wabulala amawaka angamashumi asixenxe abantu ngesibeto sokufa, wati noko wakumbula ufefe lwako wasisindisa isisalela; Yiba neta*r*u pezu kwetu tina 'boni abalusizi, esiti ngelixesha sahlelwa yimikuhlane emikulu nokufa, uz' uti, njengokuba ubulamkele isizi wayaleza ingelosi etshabalalisayo, ukuba maiyeke ukwohlwaya kwayo, mawenjenjalo nakaloku ukusisusa kuti esisibeto nezifo ezinzima; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Imitandazo yokutandazela abo abaza ukwenziwa babe ngaba-Fundisi, eyokutetwa imihla ngemihla ngecawa ezikutiwa 'Ember Weeks.'*

TIXO onamandhla onke, Bawo wetu wasezulwini, ozitengeleyo i-Kerike esendaweni zonke ngegazi elinqabileyo lo-Nyana wako otandiweyo; Yikangele ngofefe lwako, nangelixesha wenjenjalo ukuzikokela nokuzipata inkliziyo zezicaka zako ezingo-Bishope naba-Fundisi bomhlambi wako baze bangazibeki izandhla zabo pezu kwake namnye umntu ngobungxamo, kodwa bati ngokunyanisekileyo nangobulumko banyule abantu abafanel' ukukonza emfundisweni engcwele ye-Kerike yako. Nabo abayakumiselwa imisebenzi engcwele, zubape ufefe netamsanqa lako lasezulwini; baze ngokuhlala nangokufundisa kwabo, bashuma-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

yele udumo lwako, bahambise usindiso lwabantu bonke ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Umhlaimbi lomtandazo.*

TIXO onamandhla onke, Mniki wazo zonke izipo ezilungileyo, oti ngobulumko bako wamisa inklobo ezitile zaba-Fundisi e-Kerikeni yako ; Siyakutandaza ngokululamileyo ukuba maubatamsanqelise bonke abayakubizelwa imisebenzi etile kuyo. Zuwenjenjalo ukubazalisangenyaniso yemfundiso yako, ubape ubomi obungenatyala, ukuba bakukonze ngokuqinisekileyo kube kukudunyiswa kwe-Gama lako elikulu nokuncedwa kwe-Kerike yako engcwele, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Umtandazo ongatetwayo emva kwayo yonke eyangapambili.*

TIXO, ekusisimilo sako ukuhlala unota*r*u noxolelo, zamkele izikungo zetu ezilulamileyo ; zuti noko sinxityiwe sabotshelelwa ngemixokolelwane yezono zetu, usikulule ngosizi lwota*r*u lwako olukulu ; kube kukudunyiswa kuka-Yesu Kristu u-Mahluli no-Mteteleli wetu. *Amen.*

¶ *Umtandazo wokutandazela Umpati namapakati.*

TIXO onofofe olupezu konke, siyawutandazela ngokululamileyo wonke lomhlaba, nangokungakumbi isicaka sako esingu-Mpati wawo, * [namapakati abutene ndawonye ngelixesha, akuba mauvume ukwenjenjalo ukuzibekisa nokuzihambisa zonke izinto

* *Lendawo iyaktetwa nxa amapakati ahlangeneyo kupela.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ezitetwa ngawo, kube kukwandiswa kwodumo lwako nokuncedwa kwe-Kerike yako, nokugcinwa nokwonwatyiswa kwabantu], ukuba zonke izinto zenjwenjalo ukupatwa nokulungiswa ngemizamo yake [yabo], pezu kwezisekelo ezilungileyo neziqinisekileyo, ukuze uxolo nenyweba, inyaniso nobulungisa, ukumbedesha nokumoyika u-Tixo, kuqiniswe pakati kwetu ngazo zonke izizukulwana. Ezi, nazo zonke ezinye izinto eziswelekileyo kuye [kubo], nakuti, nakuyo yonke i-Kerike yako, siyazitandazela ngokululamileyo egameni nasekusiteteleni kuka-Yesu Kristu oyi-Nkosi no-Msindisi wetu. *Amen.*

¶ *Umtandazo wokutandazela ukuguqulwa kwabaheyideni, owokutetwa nxa kutandwayo ngu-Mfundisi, nokuba kutetwe ngapambi kwentshumayelo, nokuba ngapambi kwombulelo wamaxesha onke.*

TIXO onotaru, obadalileyo abantu bonke, ongatiyiyo nannye into oyenzileyo, nongafuniyo ukufa kwomoni, kodwa ofun' ukuba aguquke apile ; Yiba notaru pezu kwabo bonke aba-Yodi, nama-Mahomete, naba-Heyideni, nakakulu pezu kwabo abakulomhlaba, ususe kubo bonke ubudenge, nobulukuni benkliziyo, nokudela ilizwi lako ; uz' uti, Nkosi yamatamsanqa, wenjenjalo ukubagodusela emhlambini wako, ukuze basindiswe ndawonye nesisalela so-Sirayeli abenene, baze benziwe babe ngumhlambi mnye ngapantsi kwo-Malusi emnye, ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Umtandazo wokutandazela zonke inklobo zabantu owokutetwa manxa i-Litani ingamiselwa ukutetwa.*

TIXO, Mdali no-Mgcini wabo bonke abantu, siyazitandazela kuwe zonke inklobo zabantu; ukuba mauze uvume ukuzazisa indhlela zako nosindiso lwako olupilisayo kuzo zonke izizwe. Siti kanjalo siyitandazela ngokukulu i-Kerike ekatolika, ukuba mayenjwenjalo ukukokelwa nokupatwa ngu-Moya wako olungileyo, ukuze bonke abazixelayo nabazibizayo ngokuti singaba-Kristu, bangeniswe endhleleni yenyaniso, baze bayigcine inkolo ngovumelano lwenkliziyo, nangembambisano yoxolo, nangokuhlala okulungileyo. Ngokugqibela, siyababekela ebubeleni bako, Bawo, bonke abanobunzima nababandezelweyo nokuba kusenkliziyweni, nasemzimbeni, nasekuhlaleni, *[ngokungapezulu abangxameleyo imitandazo yetu,] ukuba mauvume ukubatutuzela nokubakulula ngokwentswelo zabo, ubape unyamezelo embandezelweni, nokupuma okutamsanqelekileyo ebunzimeni babo bonke. Oku konke siyakutandaza ngenxa yo-Yesu Kristu. *Amen.*

* *Lendawo mayitetwe nxa kuk' ubangxameleyo imitandazo yenklanganiso.*

## IMIBULELO.

¶ *Umbulelo wamaxesha onke.*

TIXO onamandhla onke, Yise wazo zonke izibele, tina zicaka zako ezingafanelekileyo



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

siyakunikela imibulelo elulamileyo neyenkliziyo, ngako konke ukulunga kwako nobubele bako ngakuti nangakubo bonke abantu; *[nangokungapezulu kubo abangxameleyo ukwenzela imibulelo nendumiso kalokunje ngenxa yezibele zako obusand' ukuzenzela bona.] Siyakudumisa ngenxa yokudalwa kwetu, nokugcinwa kwetu, nangenxa yawo onke amatamsanqa obubomi; kodwa ngokungapezu konke, ngenxa yotando lwako olungenambaliso ekukululweni kwelizwe yi-Nkosi yetu u-Yesu Kristu; ngenxa yenzuziso yofefe, nangenxa yetemba lobungcwalisa. Zusinike, siyakutandaza, okokuba senjenjalo ukuzigqala zonke izibele zako, zize inkliziyo zetu zibe nokubulela okungazenzisiyo, size sibonakalise udumo lwako kungabi ngemilomo yetu yodwa, koko kube nangokuhlala kwetu; ngokuzinikela enkonzweni yako, nangokuhamba pambi kwako ngobungcwele nangokulunga yonke imihla yetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ekuti kuye kwa nakuwe naku-Moya Oyingcwele, kubeko lwonke udumo nobungcwalisa kude kube ngunapakade. *Amen.*

* *Lendawo iyakutetwa nxa abebetandazelwe bafun' ukubulela.*

*Owokubulela imvula.*

TIXO Bawo wetu wasezulwini, oti ngokusigcina kwako unise eyokuqala neyasemva imvula pezu kwomhlaba, uze wona ubavelisele abantu ukutya; Siyakubulela ngokululamileyo okokuba wati entswelweni yetu enkulu wavuma ukulitumela ilifa lako imvula evuyisayo, nokulipilisa oko belomile, sada sonwatyiswa tina zicaka zako ezingafanelekileyo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kwadunyiswa igama lako elingcwele ; ngazo izibele zako ezingo-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owokubulela ukuqabuka kwezulu.*

NKOSI Tixo, osand' ukusitoba ngesisibeto sako semvulakazi ezinkulu nesamanzi, waza ngofefe lwako wakulula watutuzela imipefumlo yetu ngokuqabuka kwezulu ngexesha elifanelekileyo ; Siyalidumisa silingcwalise Igama lako elingcwele ngenxa yobububele bako, soza sihlale sixela inceba zako kwizizukulwana ngezizukulwana ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owokubulela indyebo.*

BAWO onofefe olupezu konke, owati ngokulunga nangobubele bako wayiva imitandazo eyenkliziyo ye-Kerike yako, waza waguqula ukudula nokusweleka kwetu kube bubuninzi nendyebo ; Siyakubulela ngokululamileyo ngenxa yobububele bako obukulu ; sikukunga ukuba mauhlale usenza ngenceba kuti, ukuze umhlaba wetu uvelise iziqamo zokucuma kwawo, kube kukudunyiswa kwako nokwonwatyiswa kwetu ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owokubulela uxolo nokulondolozwa ezintshabeni zetu.*

TIXO onamandhla onke, oyinqaba enamandhla yokusindisa izicaka zako ebusweni bentshaba zazo ; Siyakubonga sikubulele ngenxa yokulondolozwa kwetu kwezongozi ezinkulu ebesingqongwa zizo : Siyakuvumela



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukuba kungokulunga kwako okokuba besinganikelwanga ekuqwengeni kwazo; sikutandaza ukuba mauhlal' usenjenjalo ukusipa izibele zako, ukuze wonke umhlaba wazi ukuba wena ungu-Mlondolozi wetu onamandhla no-Msindisi wetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owokubulela ukubuyiswa kwoxolo emakaya.*

TIXO ongunapakade, Bawo wetu osezulwini, okupela kwobenzayo abantu babe nenkliziyonye endhlwininye, noxolisayo ukulwa kwabantu abanengcwangu nabangevayo; Siyadumisa Igama lako elingcwele, okokuba wavuma ukudambisa impitizelo zokuvukelana nenkosi, ebezisand' ukuvuswa pakati kwetu; sikutandaza ngokululamileyo ukuba mausinike sonke ufefe, lwokuba siti emva kwoku sihambe ngokupulapula imiteto yako; size siti, sisahlala ngoxolo nangokwonwaba, ekwoyikeni wena nasekulungiseni konke, singayeki ukukunikela lamadini etu endumiso nombulelo ngenxa yobubele bako ngakuti; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Owokubulela ukukululwa ezifeni ezikulu nasemikuhlaneni.*

NKOSI Tixo, owasibeta ngenxa yezono zetu, wasigqiba ngenxa yeziposo zetu ngokwohlwaya kwako okunzima nokwoyikekayo okusand' ukubako; wabuya wati ngelixa, pakati kwomgwebo wakumbula ufefe, wakulula imipefumlo yetu emlonyeni wokufa; Siyayinikela ebubeleni bako, Bawo, imipefumlo nemizimba yetu oyikululeyo, ibe lidini lako elipilileyo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

size siti tina sihlale sidumisa sibonga izibele zako e-Kerikeni yako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Umhlaimbi lo.*

SIYAVUMA ngokululamileyo pambi kwako, Bawo onofefe olupezu konke, ukuba zonke izohlwayo esisongelwa ngazo emtetweni wako ngezisiwela ngokusifaneleyo, ngenxa yezigqito zetu ezininzi nobulukuni benkliziyo zetu: Kodwa njengokuba wavuma ngotaru lwako olukulu, sakuzilulamela ngokungeyonto nangokungenamandhla, ukudambisa isifo ebesisand' ukubandezelwa siso, nokubuyisela ilizwi lovuyo nokupila ezindhlwini zetu; siyanikela kubo ubu-Tixo bako obukulu umnikelo wendumiso nombulelo, sidumisa sibonga Igama lako elingcwele ngako okukulondoloza nokusigcina kwako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

---

# INTANDAZWANA NENCWADANA NEVANGELANA.

## EZOKUTETWA NGOMNYAKA WONKE.

¶ *Makugqalwe, ukuba Intandazwana ezimiselweyo Icawa ngecawa, nezimiselweyo imini ezinkulu ziyakutetwa ngombedesho wangokuhlwa owandulelayo imini yazo.*

## EYOKUQALA ICAWA YE-ADEVENTE O-KUKUTI KUKUZA KUKA-KRISTU.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, zusipe ufefe lwokokuba siyilahle imisebenzi yobumnyama,



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

sizambate izixobo zokukanya, ngexesha lobubomi obupelayo, ekungabo u-Nyana wako u-Yesu Kristu weza kuti ngolulamo olukulu; size siti ngomhla wokugqityelwa, nxa ayakubuya eze enobungcwalisa bake obukulu ukugweba abahleliyo nabafileyo, sivukele tina ebomini obungapeliyo, ngaye lowo ohleliyo epet' ubukumkani, ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Lentandazwana iyakuhlal' itetwa imihla yonke ndawonye nezinye intandazwana ze-Advente kude kufike ukuhlwa okuyandulelayo imini ye-Krisimasi.*

*Incwadana.* Kuma-Roma. xiii. 8.

NINGABI natyala emntwini, kube kukutandana kupela; ngokuba lowo otanda omnye uwuzalisile umteto. Ngokuba okukuti, Ungar*e*xezi, ungabulali, ungebi, unganqini ngobuxoki, unganqweneli; nokuba kuko wumbi umyalelo, uxeliwe ngokufutshane kulamazwi okuti, Tanda umelwane wako njengokuzitanda kwako. Utando alwenzi ububi kumelwane walo; ngako oko utando lukukuzalisekiswa kwomteto. Masenjenjalo, silazi nje ixesha, ukuba kaloku lixesha kanye lokuvuka ebutongweni, ngokuba kaloku nje usindiswa lwetu lukufupi pezu kwokuya esaqala ukukolwa. Ubusuku sebuza kupela, imini seyikufupi, masiti ngoko siyilahle imisebenzi yobumnyama sambate izixobo zokukanya. Masihambe ngokufanelekileyo njengokwasemini, singahambi ngemihlali emibi nangoku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

nxila, singahambi ngemibulo nangenkanuko ezimbi, singahambi ngempikisano nangolunya. Kodwa yambateni i-Nkosi engu-Yesu Kristu, ningatukutezeleli inyama ukuzenza inkanuko zayo.

*Ivangelana.* Mateyu xxi. 1.

KEKALOKU ke bakusondela e-Yerusaleme, bakufika e-Betefage ngasentabeni yeminquma, wandula u-Yesu watuma abadisipile ababini esiti kubo, Ngenani emzini omalungana nani, nosenifumana iqwa*r*akazi libotshelelwe linetole lalo: wakululeni, niwazise kum. Niti, ukuba kuk' oteta into kuni, niti i-Nkosi iyawafuna; seleyakuwatuma ke. Konke oku kwenzeka, ukuze kuzaliseke obekutetiwe ngumprofite, esiti, Yitini kwintombi yakwa-Ziyone, Nanku Ukumkani wako esiza kuwe, elulamile, ehleli pezu kweqwa*r*a netole ililitole leqwa*r*a. Baya ke abadisipile, benza njengoko u-Yesu wabayalela ngako; baza bazisa iqwa*r*a netole, babeka ingubo zabo pezu kwawo, baza bamhlalisa pezu kwawo. Sati isihlwele esikulu kakulu sandhlala ingubo zaso endhleleni; bati abanye bagaula awasebe emitini bawati sa endhleleni. Nezihlwele ezazihamba pambili, nezazilandela zadanduluka zisiti, Hosana ku-Nyana ka-Davide; Utamsanqelekile lowo ozayo egameni le-Nkosi; Hosana nasezindaweni zangapezulu. Kwati akuba ebesel' efikile e-Yerusaleme, isixeko sonke samangaliswa, sisiti, Ngubanina lo? Saza sati isihlwele, Lo ngu-Yesu um-Profite wase-Nazarete yase-Galili. Waza a-Yesu wa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngena etempileni ka-Tixo, wagxota bonke abebetengisa nabebetenga etempileni, waza waziwisa itafile zabatshintshi bemali, nezihlalo zabebetengisa ngamahobe ; wati kubo, Kubaliwe ngokutiwa, Indhlu yam iyakubizwa ngokutiwa, yindhlu yomtandazo, kanti nina niyenzile yangumngxuma wamasela.

---

## EYESIBINI ICAWA YE-ADEVENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI yamatamsanqa, owenze okokuba zonke izibalo ezingcwele zibalelwe ukufunda kwetu ; Sipe okokuba senjenjalo ukuziva, nokuzilesesha, nokuzigqala, nokuzifunda, nokuziqonda ngenkliziyo ; size siti ngokunyamezela nangokututuzelwa lilizwi lako elingcwele, silibambe sihlale siligcina itemba elitamsanqelekileyo lobomi obungunapakade, osipile lona ngaye u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma xv. 4.

KONKE obekubaliwe ngexesha langapambili bekubalelwe ukufunda kwetu, size sibe netemba ngalo unyamezelo nangokututuzelwa zizibalo. Wanga u-Tixo wonyamezelo notutuzelo anganipa okokuba nibe nenkliziyonye omnye kwomnye njengaye u-Kristu Yesu : nize niti ngenkliziyonye nimdumise u-Tixo kwa u-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu : Ngako oko manamkelane njengokuba u-Kristu wasamkela tina, kuze kudunyiswe u Tixo. Kekaloku nditi ukuba u-Kristu waba ngu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mkonzi wolwaluko ngenxa yenyaniso ka-Tixo, ukuze ziqiniswe izitembiso ebezenziwe kobawo : Nokuze izizwe zimdumise u-Tixo ngenxa yobubele bake ; njengokuba kubaliwe ngokutiwa, Ngenxa yoku ndiyakukuxela pakati kwezizwe, ndiculele egameni lako. Uti kanjako, Gcobani nina zizwe, ndawonye nabantu bake. Nakanjako, Dumisani i-Nkosi, nonke nina zizwe, niyibonge nonke nina bantu. Kanjako no-Yisaya uti, Kwobako ingcambo yakwa-Jese, nalowo oyakuvuka ukuzipata izizwe, izizwe ziyakutembela kuye. Wanga angati u-Tixo wetemba anizalise ngalo lwonke uvuyo noxolo elukolweni lwenu, ukuze nizale litemba ngawo amandhla o-Moya Oyingcwele.

*Ivangelana.* Luke xxi. 25.

KWOBAKO imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini, nokubandezelwa kwezizwe emhlabeni, zinokuxakeka, ulwandhle namaza egquma ; inkliziyo zabantu zincama ngokwoyika nangokuhlala bezilindele izinto ezizayo emhlabeni : ngokuba amandhla ezulu ayakuzanyazanyiswa. Boza bambone u-Nyana womntu esiza emafini enamandhla nobungcwalisa obukulu. Yitini zakuqala ukubako ezizinto, nibeke pezulu, nipakamise inkloko zenu ; ngokuba usindiswa lwenu luyasondela. Waza wateta kubo umzekeliso, wati, Kangelani umkiwane nayo yonke imiti ; nxa idubulayo niyabona nazi ngokwenu ukuba ihlobo liselikufupi. Kwanjalo ke nani nakubona ezizinto zisihla, manazi ukuba ubukumkani buka-Tixo sebukufupi. Ngokwenenc



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nditi kuni, esisizukulwana asiyikudhlula, kude kuzaliseke konke : kwodhlula izulu nomhlaba kanti amazwi am akasayikuz' adhlule.

---

## EYESITATU ICAWA YE-ADEVENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI Yesu Kristu, owati ekuzeni kwako okwokuqala, watuma isitunywa sako ukuza kulungisa indhlela yako pambi kwako : Yenza okokuba abafundisi namagosa emfihlakalo zako enjenjalo ukulungisa indhlela yako, ngokuguqulela inkliziyo zabangevayo ebulumkweni babalungileyo, ukuze ekuzeni kwako okwesibini ukugweba umhlaba sifunyanwe singabantu abatandekayo ebusweni bako, ohleliyo upet' ubukumkani, ndawonye no-Yise no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte iv. 1.

UMNTU makakumbule ngati, ngokuti singabakonzi baka-Kristu, namagosa emfihlakalo zika-Tixo. Apa ke kuyafuneka emagoseni, okokuba umntu afunyanwe enyanisekile. Kodwa kuyinto encinane kakulu kum ukuba ndigwetywe nini, nangumgwebo womntu : kanjalo andizigwebi nangokwam. Ngokuba andinasazelo santo kum, kanti andigwetyelwe koku noko ; kodwa ondigwebayo uyi-Nkosi. Ngako oko ningagwebi luto lingekafiki ixesha, ide ifike i-Nkosi, eyakuvelisa izinto zobumnyama



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ezifihliweyo, ibonakalise izicingo zenkliziyo. Bandule bonke bazuze udumo lwabo ku-Tixo.

*Ivangelana.* Mateyu xi. 2.

KEKALOKU ke u-Johane, eyivile nje entolongweni imisebenzi ka-Kristu, watuma ababini kubadisipile bake, wati kuye, Ungulowo obeyakuza, sikangele wumbi, kusinina? Wapendula u-Yesu wati kubo, Hambani nimshumayeze u-Johane ezonto enizivayo nenizibonayo: Imfama ziyamkela ukubona kwazo, neziqwala ziyahamba, amaleperi ayahlanjululwa, nezitulu ziyeva, abafileyo bayavuswa, namahlwempu ayashunyayezwa indaba ezilungileyo. Kanjalo utamsanqelekile lowo ongayikuxakaniswa ngam. Waza u-Yesu besimka bona waqala ukuteta esihlweleni ngaye u-Johane, esiti, Nipume naya kubona ntonina enklango? Ibiyingcongolo izanyazanyiswa ngumoya, kusinina? Kodwa nipume naya kubona ntonina? Ngumntu evatisiwe ngengubo ezitambileyo na? Abambata ingubo ezitambileyo ke basezindhlwini zokumkani. Kodwa nipume naya kubona ntonina? Ibingumprofite na? Ewe, nditi kuni, nongapezu kwomprofite. Ngokuba lo, nguye lowo obekubaliwe ngaye ngokutiwa, Kangela ndiyatuma isitunywa sam pambi kwobuso bako, esiyakulungisa indhlela yako pambi kwako.

---

## EYESINE ICAWA YE-ADEVENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakutandaza, vusa amandhla ako, ungene pakati kwetu, usisize ngamandhla



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

amakulu ; ukuze ke, njengokuba sixakwa sitintelwa zizono zetu ekuyihambeni indhlela esiyibekelweyo, ufefe nobubele bako obukulu busincede kamsinya busikulule; ngenxa yenkoliso yo-Nyana wako i-Nkosi yetu, ekuti kuye nakuwe,naku-Moya Oyingcwele, kubeko lwonke udumo nobungcwalisa kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Filipi iv. 4.

VUYANI e-Nkosini ngamaxa onke, kanjalo nditi, Vuyani. Maluti ululamo lwenu lwazeke ebantwini bonke. I-Nkosi ikufupi. Ningabi nasitukutezi santo: kodwa entweni zonke ngokutandaza nangokukunga ndawonye nombulelo maziti izicelo zenu zaziswe ku-Tixo. Lwaluya luti uxolo luka-Tixo olungapezu konke ukuqonda, luzigcine inkliziyo nengqondo zenu ngaye u-Kristu Yesu.

*Ivangelana.* Johane i. 19.

OKU kukunqina kuka-Johane, nxa aba-Yodi batuma abapriste naba-Levi e-Yerusaleme ukuze bambuze ngokuti, Ungubanina wena? Waxela, akakanyela ; waxela, esiti, Andinguye u-Kristu. Bambuza besiti, Kuyakutiwa nina ke? Ungu-Elija na? Wati, Andinguye. Ngulomprofite na? Wati ukupendula, Hayi. Baza bati kuye, Ungubanina? size sinike impendulo kwabasitumileyo. Utinina wena ngokwako? Wati, ndililizwi lodandulukayo enklango ngokuti, Lungisani indhlela ye-Nkosi, njengokuba ebetshilo u-Yisaya umprofite. Kekaloku ke abatunyiweyo bebengabasebafarisini. Bambuza bati kuye, Pofu yinina ukuba ubatizeshe, uku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

ba akunguye u-Kristu lowo no-Elija nom-Profite lowo ? Wabapendula u-Johane esiti, Mina ndiyabatizesha ngamanzi : kodwa kuko okoyo pakati kwenu eningamaziyo : nguye lowo oti esiza emva kwam, waba ngapambili kum, endingafanelekile nokuba nditukulule umtya wesihlangu sake. Ezizinto bezenziwe e-Betabara pesheya kwe-Yoredane, apo u-Johane ebebatizesha kona.

---

## IMINI YOKUZALWA KWE-NKOSI

### EKOLIS' UKUBIZWA NGOKUTIWA YI-KRISIMASI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, osinikileyo u-Nyana wako ozelweyo emnye, okokuba azitabatele ubuntu betu nokuba njengokwelixesha azalwe yi-Ntombi. Yenza ukuba tina sizelwe kutsha, senziwe sibe ngabantwana bako ngokunyulwa nangofefe, sihlaziywe imihla ngemihla ngu-Moya wako Oyingcwele ; ngaye lowo oyi-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* Kuba-Hebrewu i. 1.

U-TIXO, owayete amaxesha ngamaxesha nangendawo ezininzi wateta kudala koyise ngabaprofite, utetile kuti ngalemihla yokugqibela ngo-Nyana wake, ommisileyo abe yindhlilifa yento zonke, ekungaye wadala namazwe ; yena ekukukazimla kwobungcwalisa bake, nomfanekiso wesiqu sake, epata zonke izinto ngelizwi lamandhla ake ; akuba ebegqibile isihlambululo sezono zetu, wahlala pantsi



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngasekunene kwo-Bukulu bangapezulu ; enziwe elungile kangaka pezu kwengelosi, kwa njengokuba ebete, ngokudhla ilifa, wazuza igama elihle ngapezu kwelazo. Ngokuba kukweyipina kwingelosi eka wati, Wena ungu-Nyana wam, ndikuzele namhla? Nakanjako, ndoba ngu-Yise kuye, abe ngunyana kum? Nakanjako, akungenisa ongumazibulo wake emhlabeni, wati, Zonke ingelosi zika-Tixo mazimbedeshe. Nangazo ingelosi uti, Owenza ingelosi zake zibe ngomoya, nabakonzi bake babe lilangatye lomlilo. Kodwa uti ku-Nyana, Isihlalo sako, Tixo, singunapakade ; intonga yobukumkani bako yintonga yobulungisa: ubutandile ubulungisa wayitiya inkohlakalo ; ngoko u-Tixo, kwa owako u-Tixo, ukutambisile ngeoli yovuyo ngapezu kwabalingane bako. Kanjalo uti, Wena, Nkosi, ekuqaleni wazibeka izisekelo zomhlaba, namazulu ayimisebenzi yezandhla zako : ayakutshabalala, kodwa uhleli wena : ayakwalupala onke njengengubo ; uyakuwasonga njengesivato, ayakuguqulwa ke ; kanti wena uhlal' unjalo, neminyaka yako ayisayikupela.

*Ivangelana.* Johane i. 1.

EKUQALENI ebeko u-Lizwi, no-Lizwi wayeno-Tixo, no-Lizwi wayengu-Tixo. Zonke izinto zadalwa ngaye ; nangapandhle kwake akwadalwa nanye into ebidaliwe. Kuye bekuko ubomi, nobubomi bebusisikanyiso sabantu. Nesikanyiso siyakanya ebumnyameni, kodwa ubumnyama abusiqondanga. Bekuko umntu otunyiweyo ngu-Tixo, ogama belingu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Johane. Lowo weza abe lingqina ukusinqinela esosikanyiso, ukuze bonke abantu bakolwe ngaye. Yena ebengesiso esosikanyiso, kodwa ebetunyiwe ukuba asinqinele esosikanyiso. Eso besisikanyiso siyinene, esikanyisa bonke abantu abeza emhlabeni. Yena wayesemhlabeni, umhlaba wawudalwe ngaye, nomhlaba wawungamazi. Weza kubo abake, kodwa abake abamamkelanga. Kodwa bonke abasukuba bamamkela, wabanika amandhla okokuba babe ngonyana baka-Tixo, kwa kubo abakolwayo Egameni lake. Abebezelwe kungabanga ngegazi, nangentando yenyama, nangentando yomntu ; kodwa ngu-Tixo. Waye u-Lizwi wenziwa abe yinyama, wahlala pakati kwetu, (saza sabona ubungcwalisa bake, ubungcwalisa obungati bobozelweyo emnye ngu-Yise) ezele lufefe nayinyaniso.

---

## IMINI KA-STEFANE.

*Intandazwana.*

YENZA, Nkosi, okokuba kuzo zonke imbandezelwa zetu emhlabeni apa ngenxa yokunqinela inyaniso yako, sihlale sikangela pezulu ezulwini, siti ngokolo sibone ubungcwalisa obuyakuveliswa, size sizele ngu-Moya Oyingcwele sifunde ukutanda nokutamsanqelisa ababandezeli betu ngokulinganisa ingqina lako lokuqala elibengu-Stefane, owabatandazela ababulali bake kuwe, Yesu onamatamsanqa, omiyo ngasekunene kwo-Tixo, ukuba usize bonke ababandezelwayo ngenxa yako, okupela kwo-Mahluli no-Mteteleli wetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Kwandul' ukulandela intándazwana yokuzalwa kwe-Nkosi, eyakuhlal' itetwa kude kufike ukuhlwa okwandulelayo imini kuqala ngayo umnyaka omntsha.*

*Eyencwadana.* Izenzo vii. 55.

U-STEFANE, ezele ngu-Moya Oyingcwele, eqondele ezulwini, wabona ubungcwalisa buka-Tixo, no-Yesu emi ngasekunene kwo-Tixo, waza wati, Kangelani, ndiyabona amazulu evuliwe, no-Nyana womntu emi ngasekunene kwo-Tixo. Bandula badanduluka ngelizwi elikulu, bavingca indhlebe zabo, bagaleleka pezu kwake ngenkliziyonye, bamkupela pandhle kwesixeko, bamgibisela ngamatye: aza amangqina abeka ingubo zawo ngasezinyaweni zendodana egama belingu-Saule. Baza bamgibisela u-Stefane ngamatye, ebizela ku-Tixo, esiti, Nkosi Yesu, yamkela umpefumlo wam. Waza waguqa pantsi, wadanduluka ngelizwi elikulu, wati, Nkosi esisono zungasenzi sibe lityala ngakubo. Wati akuba ebetshilo, walala.

*Ivangelana.* Mateyu xxiii. 34.

KANGELANI ndiyanitumela abaprofite nezilumko nababali ; noza niti inxenye yabo nibabulale nibakuruseshe ; abanye nobabeta ezindhlwini zenu zenklanganiso, nibazinge kwizixeko ngezixeko ; nize nihlelwe lilo lonke igazi elingenatyala elike lapalazwa emhlabeni, kuqale egazini lika-Abele obelungile kude kube segazini lika-Zakariya unyana ka-Barakiya, enambulalala pakati kwetempile nelatare. Ngokwenene nditi kuni, Zonke ezizinto



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ziyakusihlela esisizukulwana. Yerusaleme, Yerusaleme, obabulalayo abaprofite, obagibisela ngamatye abo batunyelwe kuwe; kufuti kangakananina endafuna ukuzibutela ndawonye intsapo zako, njengokuba inkuku iyawabutela pantsi kwamapiko ayo amatole ayo, anavuma ke! Kangelani indhlu yenu inishiyelwe ze. Ngokuba nditi kuni, Aniyikubasandibona nide niti, Unetamsanqa lowo ozayo Egameni le-Nkosi.

---

## IMINI KA-JOHANE UMBALI WEVANGELI.

*Intandazwana.*

NKOSI enota*r*u, siyakutandaza ukuba mauhlise ukukanya kwako pezu kwe-Kerike yako, ize yona ikanyisiwe nje yimfundiso yom-Postile wako ongu-Johane umbali wevangeli yenjenjalo ukuhamba ekukanyeni kwenyaniso yako, ize iti ekugqibeleni ifike ekukanyeni kwobomi obungunapakade ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Johane i. 1.

OKO okubekuko kwasekuqaleni, esikuvileyo, nesikubonileyo ngamehlo etu, noko besikangele kuko, nezandhla zetu bezikupete okwelizwi lobomi; (ngokuba ubomi bebubonakalisiwe, nati sibubonile, siyanqinela, siyashumayela kuni obobomi obungunapakade obubeno-Yise, nobubebonakalisiwe kuti;) Oko besikubonile noko besikuvile siyashumayela kuni, ukuze nani nibe nobukolwane nati; ngokwenene ubukolwane betu buno-Yise, no-Nyana wake



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ongu-Yesu Kristu. Ezizinto ke siyazibalela kuni, ukuze uvuyo lwenu luzaliseke. Nguwo lo umyalezelo esiwuvileyo kuye, nesiwushumayelayo kuni, Okokuba u-Tixo ukukukanya, akuko bumnyama kuye kanye. Ukuba sitsho ukuti, sinobukolwane naye, sihambe ebumnyameni, siyaxoka, singayenzi inyaniso: kodwa ukuba siyahamba ekukanyeni njengokuba naye usekukanyeni, sinobukolwane omnye nomnye, negazi lika-Yesu Kristu u-Nyana wake liyasihlambulula kuso sonke isono. Ukuba sitsho ukuti asinasono, siyazikohlisa, nenyaniso ayiko kuti. Ukuba siyazixela izono zetu, unyanisekile yena enobulungisa ukuba asixolele izono zetu, asihlambulule kuko konke okungalungileyo. Ukuba sitsho ukuti, asenzanga sono, siyamenza abe lixoki nelizwi lake aliko kuti.

*Ivangelana.* Johane xxi. 19

U-YESU wati ku-Petrosi, Ndilandele. Wandula u-Petrosi eguquka, wabona umdisipile obetandwa ngu-Yesu elandela; lowo obesayama esifubeni sika Yesu ngexesha lesidhlo sangokuhlwa, obete, Nkosi, ngubanina okungcatshayo? U-Petrosi embona nje wati ku-Yesu, Nkosi, Lo uyakutinina? U-Yesu wati kuye, Nokuba ndiyatanda ukuba ahlale ndide ndize, kuyintonina kuwe? Ndilandele wena. Sandula ukupuma esisiteto pakati kwabazalwane, ukuba lomdisipile ebengayikuz' afe: kanti u-Yesu ebengatshongo kuye ukuti, Akayikuz' afe; kodwa ebete, Nokuba ndiyatanda ukuba ahlale ndide ndize, kuyintonina



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

kuwe ? Nguye lomdisipile onqinelayo ezizinto, owazibala zona, siyazi ukuba ukunqina kwake kuyinyaniso. Kanjalo ziko nezinye izinto ezininzi ebezisenziwa ngu-Yesu, ezingati ukuba bezibaliwe zonke ngazinye, nditi umhlaba wonke ubungayikwanela incwadi ebeziyakubalwa.

---

## IMINI YOKUBULAWA KWENTSANA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owenzileyo okokuba kubeko udumiso emilonyeni wentsana ezincinane, nokokuba abantwana bakungcwalise ngokufa kwabo ; Bulala uzonakalise zonke inkohlakalo ezipakati kwetu, wenjenjalo ukusomeleza ngofefe lwako, okokuba siti, ngenklalo engcwele nangokolo oluqinileyo kude kube sekufeni, silingcwalise Igama lako elingcwele ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Isityilo xiv. 1.

NDAKANGELA, ndaza ndabona Imvana imi entabeni ye-Siyone, indawonye nekulu elinamashumi amane anane lamawaka, benegama lo-Yise wayo libaliwe emabunzini abo. Ndeva ilizwi livela ezulwini, elingati lilizwi lamanzi amaninzi, nelendudumo enkulu : ndeva nelizwi labanehadi bebeta ihadi zabo : baza bacula iculo elingati litsha pambi kwesihlalo sobukumkani, napambi kwezilo ezine, nabadala ; akwabiko namnye umntu ongalifundayo elo-culo, kupela kwelokulu elinamashumi amane anane lamawaka, abebekululwe emhlabeni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Aba ke ngabengazanga bazincolise ngamankazana, ngokuba bengabangcwele : aba ke ngabalandela Imvana apo kusukuba isiya kona : Aba ke bebekululwe pakati kwabantu, belulibo kuye u-Tixo nakuyo Imvana. Nasemlonyeni wabo akwafunyanwa nkohliso ; ngokuba abanatyala pambi kwesihlalo sika-Tixo.

*Ivangelana.* Mateyu ii. 13.

INGELOSI ye-Nkosi yabonakala ku-Josefe epupeni, isiti, Vuka utabate usana nonina walo usabele e-Jipete, uhlale kona ndide ndikuzisele ilizwi ; ngokuba u-Herode uyakulufuna usana ukuba alubulale. Wati akuvuka, watabata usana nonina walo ebusuku, wemka waya e-Jipete, wahlala kona kwada kwafa u-Herode ; ukuze kuzaliseke obekutetiwe yi-Nkosi ngomprofite, esiti, Ndimbizile u-Nyana wam apume e-Jipete. Wandula u-Herode akubona ukuba ebekohlisiwe zizilumko, waba nomsindo kakulu, wati etumile wababulala bonke abantwana abase-Beteleme, nasemideni yayo, abaneminyaka mibini nabangapantsi ubudala babo, ngokwexesha ebebuze ngalo kunene kwizilumko. Oko ke kwazaliseka obekutetiwe ngu-Jeremiya umprofite, esiti, Kwavakala e-Rama ilizwi, isijwili, nokulila, nelosizi olukulu, u-Rakele elilela abantwana bake, engavumi ukututuzelwa, ngokuba bengaseko.

---

## ICAWA ELANDELA IMINI YE-KRISIMASI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, osinikileyo u-Nyana wako ozelweyo emnye, okokuba azitabatele



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ubuntu betu, nokuba njengokwelixesha azalwe yi-Ntombi. Yenza ukuba tina sizelwe kutsha, senziwe sibe ngabantwana bako ngokunyulwa nangofefe, sihlaziywe imihla ngemihla ngu-Moya wako Oyingcwele ; ngaye lowo oyi-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Galate iv. 1.

KEKALOKU nditi, indhlilifa, nxa isengumntwana, ayahlukene nganto kwisicaka, noko iyinkosi yento zonke ; kodwa ingapantsi kwamagosa nabapati, lide lifike ixesha elimisiweyo nguyise. Kwanjalo nati, okuya besingabantwana besingapantsi kwemfundiso zokuqala zasemhlabeni : kodwa lakuzaliseka ixesha, u-Tixo watuma u-Nyana wake, obezelwe ngumfazi, ezelwe pantsi kwomteto, ukuba akulule abebepantsi kwomteto, ukuze asenze sibe ngonyana. Nangenxa yokuba ningonyana, u-Tixo utumile u-Moya wo-Nyana wake ezinkliziyweni zenu, udanduluka usiti, Abba, Bawo. Ngoko akusesiso isicaka, kodwa ungunyana ; kanjalo ukuba ungunyana, uyindhlilifa ka-Tixo ngaye u-Kristu.

*Ivangelana.* Mateyu i. 18.

UKUZALWA kuka-Yesu Kristu bekungoku : kute unina wake u-Mariya ezakwendela ku-Josefe, bengekahlangani bona, wafunyanwa emiti ngo-Moya Oyingcwele. Wandula u-Josefe indoda yake engumntu olungileyo, engatandi ukumenza abe lihlazo, wafuna ukumlahla



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngasese. Kodwa esacinga ezizinto, yati ingelosi ye-Nkosi yabonakala kuye epupeni, yati, Josefe, nyana ka-Davide, zungoyiki ukuzitabatela u-Mariya umfazi wako; ngokuba okokukaulelweyo pakati kwake kungo-Moya Oyingcwele: Waeyakuzala u-Nyana, woza ulibize igama lake libe ngu-YESU; ngokuba uyakusindisa abantu bake ezonweni zabo. (Kekaloku ke konke okukwenzeka, ukuze kuzaliseke obekutetiwe yi-Nkosi ngomprofite esiti, Kangelani, Intombi iyakumita, izale u-Nyana, bolibiza igama lake libe ngu-Emanuweli, okukuti ngokukunyushwa, u-Tixo enati.) Waza u-Josefe evusiwe ebutongweni, wenza ngoko ingelosi ye-Nkosi ibimyalezile ngako, wazitabatela umfazi wake: engamazanga, wada wazala u-Nyana wake owamazibulo: waza walibiza igama lake laba ngu-YESU.

---

## UKWALUSWA KUKA-KRISTU.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owenza okokuba u-Nyana wako aluswe awululamele umteto ngenxa yabantu; sipe ulwaluko olwenyaniso olwo-Moya wako; zize zonke inkanuko zomhlaba nezenyama zibujiswe ezinkliziyweni zetu nakuwo onke amalungu etu, siti entweni zonke sipulapule intando yako eyingcwele; ngaye lowo ongu-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma iv. 8.

UNETAMSANQA umntu ongayikunikwa ityala lesono yi-Nkosi. Obubutamsanqa



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ke buyehla pezu kwolwaluko lodwa na, buyehla napezu kwokungaluki, kusinina? Ngokuba siti, ukolo lwabalelwa ku-Abrahame lube kukulunga; Lwatiwa nina ke ukubalelwa? Akuba eyalukile, akuba engelaluki, kusinina? Akubalelwanga kuye eyalukile, kodwa engekaluki. Waza wazuza umqondiso wolwaluko, lube lupawu lwokunqinela ukulunga kwokolo lwake ebenalo engekaluki, aze abe nguyise wabo bonke abakolwayo, noko bengalukanga; kuze ukulunga kubalelwe nakubo: abe nguyise wolwaluko kubo abangengabo bolwaluko lodwa, kodwa nakubo abahamba emanyateleni olokolo lobawo wetu u-Abrahame, ebenalo engekaluki. Ngokuba isitembiso esokokuba ebeyakuba yindhlilifa yomhlaba besingekuye u-Abrahame nakwinzalo yake ngawo umteto, kodwa ngako ukulunga kwokolo. Ngokuba, ukuba abo abangapantsi kwomteto bazindhlilifa, ukolo alunto yanto nesitembiso sonakalisiwe.

*Ivangelana.* Luke ii. 15.

KWAZA kwati zakuba ingelosi bezimkile kubo zaya ezulwini, bati abalusi omnye kwomnye, Masihambe kaloku siye e-Beteleme, sibone lento ehlileyo eyasishumayeza yona i-Nkosi. Baza bafika ngobungxamo, bafumana u-Mariya no-Josefe, nosana lulele entweni yokutyela inkomo. Bati bebonile nje, bashumayela isiteto esibe sixelwe kubo ngaye umntwana lowo. Baza bonke abasivayo bamangaliswa zezozinto ebezixelwa kubo ngabalusi. Kodwa u-Mariya wazigcina zonke ezizi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nto wazicinga enkliziyweni yake. Baza abalusi babuya, bemdumisa bembonga u-Tixo ngenxa yazo zonke izinto abebezivile nabebezibonile, njengoko bebexelelwe ngako, Kekaloku ke zakugqitywa intsuku zisiboso ukuze aluswe umntwana, igama lake labizwa ngokutiwa, ngu-YESU : elibe libiziwe njalo yingelosi, engekakaulelwa esizalweni.

¶ *Lentandazwana nalencwadana nalevangelana zoba zezemihla yonke kude kubeko i-Epifani.*

---

## I-EPIFANI

### OKUKUTI UKUBONAKALISWA KUKA-KRISTU KUBAHEYIDENI.

*Intandazwana.*

TIXO, owati ngokukokela kwenkwenkwezi wambonakalisa kubaheyideni u-Nyana wako ozelweyo emnye ; yenza ngofefe okokuba tina esikwaziyo wena kalokunje ngokolo, siti emva kwobubomi sibe nenyweba yobu-Tixo bako obungcwele ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese iii. 1.

NGENXA yoku mina Paulusi umbanjwa ka-Yesu Kristu ngenxa yenu baheyideni, nivile nje isabiwo sofefe luka-Tixo endilunikelwe nina : sesokuti ngokutyila wandazisa imfihlakalo (njengoko ndabala ngapambili ngamazwi amancinane engako ningati nakufunda niqonde ukwazi kwam okwemfihlakalo ka-Kristu) eyati kuzo ezinye izizukulwana ibingaziswanga konyana babantu, njengokuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kalokunje ityiliwe ngo-Moya kuba-Postile naba-Profite bake abangcwele; yeyokuba aba-Heyideni babe zindhlilifa ndawonye *naba-Yodi*, nabamkeli ndawonye *nabo* besitembiso sika-Kristu ngayo ivangeli, endenziwa ndibe ngumkonzi wayo ngesipiwo sofefe luka-Tixo endisipiweyo ngako ukusebenzeka kwamandhla ake. Kum endingumncinane kanye kubo bonke abangcwele kunikwe olufefe, lwokokuba ndishumayele kubaheyideni ubutyebi buka-Kristu obungenambaliso; lwokuba ndibaqondise bonke, ukuba kuyintonina isimilo semfihlakalo, eyati kwasekuqaleni kwomhlaba ibifihliwe ku-Tixo, owadala zonke izinto ngaye u-Yesu Kristu; kuze kwaziswe kubapati nabanamandhla ezulwini ngayo i-Kerike ubuninzi bobulumko buka-Tixo ngokwesimiselo sakudala owasenzayo ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: ekungaye sinokukalipa nokufikelela ngokungoyiki, ngalo ukolo olukuye.

*Ivangelana.* Mateyu ii. 1.

U-YESU akuzalelwa e-Beteleme yase-Judeya ngemihla ku-Herode ukumkani, kwafika e-Yerusaleme izilumko zivela kwicala lipum' ilanga, zisiti, Upina lowo ozelweyo engu-Kumkani waba-Yodi? ngokuba siyibonile inkwenkwezi yake ngecala lipum' ilanga, size ukumbedesha. Akuba u-Herode ukumkani ebevile ezizinto, waba nevuso nayo yonke i-Yerusaleme kunye naye. Wati akuba ebehlanganisile ndawonye bonke abapriste abakulu nababali babantu, wabuza kunene kubo, apo u-Kristu ebeyakuzalelwa kona. Baza bati



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kuye, E-Beteleme yase-Judeya ; ngokuba kubaliwe ngumprofite ngokuti, Nawe, Beteleme, ezweni lakwa-Juda, akunguwe omncinane pakati kwenkosana zakwa-Juda : ngokuba kwopuma kuwe u-Mpati oyakupata abantu bam o-Sirayeli. Wandula u-Herode, akuba ebezibizile izilumko ngasese, walibuza kunene kuzo ixesha eyabonakala ngalo inkwenkwezi. Waza wazitumela e-Beteleme, wati, Hambani, niye kulufuna kunene usana, niti nakulufamana nibuye nindixelele, ukuze ndize ukulubedesha nam. Zakuba bezimvile ukumkani, zemka : kekaloku ke inkwenkwezi ezayibona ngecala lipum' ilanga yahamba pambi kwazo, yada yafika yema pezu kwalondawo usana belukuyo. Zaza zakubona inkwenkwezi, savuya ngovuyo olukulu kunene. Zaza zati zingenile endhlwini, zalubona usana no-Mariya unina walo, zawa pantsi zalubedesha ; zati zakuba bezityilile impahla zazo, zalunika iminikelo ; igolide, nefrankinsense, nemore. Zati ziyaliwe nje ngu-Tixo epupeni ukuba zingabuyeli ku-Herode, zemka zaya ezweni lakowazo ngenye indhlela.

---

## EYOKUQALA ICAWA EMVA KWE-EPIFANI.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakukunga okokuba uyamkele ngobubele imitandazo yabantu bako ababizela kuwe ; wenze okokuba baziqonde bazazi ezonto bafanel' ukuzenza, nokokuba babe nofefe namandhla okuzifeza kwa zona ngoku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lungileyo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma xii. 1.

NDIYANIKUNGA kaloku bazalwane, ngazo izibele zika-Tixo, okokuba niyinikele imizimba yenu, ibe lidini elihleliyo, elingcwele, nelitandekayo ku-Tixo, ekuyinkonzo yenu efaneleyo. Ningafuzi lomhlaba, kodwa niguqulwe ngokwenziwa kutsha kwenkliziyo yenu, nize niqonde ukuba kuyintonina okuyintando ka-Tixo elungileyo, nekolekileyo, nefezekileyo. Ngokuba nditi, ngalo ufefe endilupiweyo, kubo bonke abapakati kwenu, makungabiko oti ukuzikumbula kwake, azenze into enkulu kwinto afanel' ukuzenza yona, kodwa makazikumbule ngolulamo, njengokuba u-Tixo wabele kubo bonke ngabanye umlinganiso wokolo. Ngokuba, njengokuba sinamalungu amaninzi emzimbeni mnye, kanti amalungu akanamsebenzi mnye onke ; kwanjalo nati, sibaninzi nje, singumzimba mnye ngaye u-Kristu, siti sonke sibe ngamalungu omnye kwomnye.

*Ivangelana.* Luke ii. 41.

KEKALOKU ke uyise nonina baya e-Yerusaleme iminyaka yonke emtendelekweni wepasika. Kwati akuba waneminyaka elishumi elinababini ubudala bake, banyukela e-Yerusaleme ngesiko lomtendeleko. Kekaloku ke bakugqiba intsuku zawo, ekubuyeni kwabo, umntwana u-Yesu wasala emva e-Yerusaleme ; u-Josefe nonina wake bengazi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Kodwa besiti usesihlweleni benza uhambo lwamininye, baza bamfuna pakati kwezalamane nezihlobo zabo. Bati bengamfumananga nje, babuyela kanjako e-Yerusaleme, bemfuna. Kwati, emva kwentsuku ezintatu bamfumana etempileni, ehleli pakati kwabafundisi, ebeva, ebabuza nemibuzo. Nabo bonke abamvayo bamangaliswa yingqondo nemipendulo yake. Baza bakumbona bati nqa: Wati unina kuye, Nyana, Yinina ukuba usenjenje? nanku uyihlo nam besikufuna silusizi. Wati kubo, Benindifunela ntonina? Beningazi na ukuba ndifanel' ukuba semsebenzini ka-Bawo? Abasiqonda esisiteto abesiteta kubo. Wehla nabo wafika e-Nazarete, wabalulamela: wati ke unina wazigcina zonke eziziteto enkliziyweni yake. Wati u-Yesu wakula ngobulumko nangobukulu, nangokutandwa ngu-Tixo nangabantu.

---

## EYESIBINI ICAWA EMVA KWE-EPIFANI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, opata zonke izinto ezisezulwini nezisemhlabeni; Zive ngofefe izikungo zabantu bako, usipe uxolo lwako yonke imihla yokudhla kwetu ubomi; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma xii. 6.

KEKALOKU sinazo nje izipiwo ngezipiwo ezilinganiswe ngofefe esilupiweyo, nokuba sisiprofitesho, masiprofiteshe ngokungangobukulu bokolo *lwetu;* nokuba kukukonza, masi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

hlale ekukonzeni; nofundisayo *makahlale* ekufundiseni; noyalayo ekuyaleni: owabelayo, makakwenze ngesisa; ongamayo, ngokukutala; opatayo ngofefe, *enze* ngovuyo. Utando malungabi naluhanahaniso. Tiyani okukohlakeleyo, ninamatele kokulungileyo. Yibani nokutandana ngotando lwabazalwane, nigqitisane ngembuko: ninganqeni emsebenzini; nikutale ngenkliziyo; nikonze i-Nkosi; vuyani ngetemba; nyamezelani embandezelweni; zingisani ekutandazeni; yabelani ekusweleni kwabangcwele; nibuke nabasemzini. Tamsanqelisani abanizingayo; tamsanqelisani, ningatuki. Gcobani nabagcobayo, nilile nabalilayo. Yibani nenkliziyonye omnye kwomnye. Ningangxameli ubukulu, kodwa qelani nabatobekileyo.

*Ivangelana.* Johane ii. 1.

KEKALOKU kwati ngomhla wesitatu kwabako umtshato e-Kana yase-Galili, nonina ka-Yesu wayekona. Bekumenyiwe no-Yesu nabadisipile bake baze emtshatweni. Kwati kwakusweleka iveyine, unina ka-Yesu wati kuye, Abanaveyine. U-Yesu wati kuye, Mfazi, ndiyintonina kuwe? ixesha lam lingekafiki nje. Wati unina wake ezicakeni, Okusukuba akutshoyo kuni, kwenzeni. Kekaloku ke bekumisiwe kona imipanda yamatye emitandatu, ngesiko lokuhlambulula laba-Yodi, eyazaliswa ngaminye yimilinganiso emibini nokuba mitatu. Wati u-Yesu kubo, Zalisani imipanda ngamanzi. Baza bayizalisa kanye. Waza wati kubo, Tululani kaloku, nise kumpati womte-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndeleko. Baza bawasa. Akuba umpati womtendeleko ebewavile lamanzi abenziwe abe yiveyine, engazi apo avela kona, (kodwa izicaka ebeziwatulule bezisazi) wati umpati womtendeleko wabiza umyeni wati kuye, Bonke abantu bati ekuqaleni babeke iveyine elungileyo ; bati, bakuba abantu bekolisile ukusela, bandul' ukubeka engenjalo ukulunga : kodwa wena uyigcinile iveyine elungileyo kwada kwakaloku. Okukuqala kwemimangaliso u-Yesu wakwenza e-Kana yase-Galili, waza wabonakalisa udumo lwake, nabadisipile bake bakolwa kuye.

---

## EYESITATU ICAWA EMVA KWE-EPIFANI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, bukangele ngofefe ubulwelwe betu, uze uti kuzo zonke ingozi nentswelo zetu, wolule isandhla zako sokunene, usincede, usilondoloze ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma xii. 16.

NINGAQAYISI ngokuti ningabalumlikeyo. Ningabuyiseli ububi emntwini ngobubi. Tukutezelelani into ezifanelekileyo ebusweni babantu bonke. Ukuba kungenzeka, maniti ngako konke eninako, nihlale ngokuxolelana nabantu bonke. Batandwa, ningazipindezeleli, kodwa wukweleleni umsindo ; ngokuba kubaliwe ngokutiwa, Ukupindezelela kukokwam, ndim oyakubuyisela, itsho i-Nkosi. Ngako



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

oko ukuba utshaba lwako lulambile, ludhlise; ukuba lunxaniwe, luseze: ngokuba ngokwenjenjalo uyakufumba amalahle omlilo pezu kwenkloko yalo. Ningoyiswa yinkohlakalo, kodwa yoyiseni inkohlakalo ngobulungisa.

*Ivangelana.* Mateyu viii. 1.

KWATI akuba ebehlile entabeni, izihlwele ezikulu zamlandela. Kekaloku ke kweza kuye ileperi, lambedesha lisiti, Nkosi, ukuba uyavuma, ungandihlambulula. Waza u-Yesu wolula isandhla sake, walicukumisa, esiti, Ndiyavuma; hlambuluka. Sati kwa oko sahlambuluka isilepero sake. Waza u-Yesu wati kuye, Lumka ungaxeli emntwini, kodwa hamba uye kuzibonisa kumpriste, unikele umnikelo obuyaleziwe ngu-Mosesi, ube sisingqino kubo. Kakaloku ke nxa u-Yesu ebengenile e-Kapenayume, kweza kuye inkosi yekulu, imtandaza, isiti, Nkosi isicaka sam silele ekaya sinesifo sokushwabana, situtunjelwe kakubi. Waza u-Yesu wati kuyo, Ndiyakuza ndisipilise. Yapendula inkosi yekulu, yati, Nkosi, andifanelekile nokuba ungene endhlwini yam, zutete ilizwi lodwa, sasiyakupiliswa isicaka sam. Ngokuba nam ndingumntu opantsi kwobukosi, ndinamasodati pantsi kwam: nditi kwomnye, yiya, aye; nditi kwomnye, Yiza, eze; nditi esicakeni sam, yenze lento, siyenze ke. U-Yesu akuva oko, wamangaliswa, wati kubalandelayo, Ngokwenene nditi kuni, andizanga ndifumane ukolo olungaka nakwa-Sirayeli. Kanjalo nditi kuni, Baninzi bayakuvela ngasekupumeni nasekutshoneni



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kwelanga, bahlale pantsi ndawonye no-Abrahame, no-Yisake, no-Yakobi ebukumkanini bezulu. Kodwa abantwana bobukumkani bayakulahlelwa ebumnyameni bangapandhle: apo kwobako ukulila nokuqaqazela kwamazinyo. Waza u-Yesu wati enkosini yekulu, Hamba ke, makwenzelwe wena njengokukolwa kwako. Saza isicaka sayo sapiliswa kwa ngeloxeshana.

---

## EYESINE ICAWA EMVA KWE-EPIFANI.

*Intandazwana.*

TIXO, owaziyo ukuba simelwe zingozi ezininzi nezinkulu kangaka, ukuba siti ngenxa yobutataka besimilo setu sikohlwe nokuma: Zusipe amandhla noncedo oluyakusisekela ezingozini zonke, sizoyise nazo zonke izilingo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma xiii. 1.

YONKE imipefumlo mailulamele amandhla angapezulu; ngokuba akuko mandhla ngapandhle kwo-Tixo: amandhla akoyo amisiwe ngu-Tixo. Ngoko osukuba ewala amandhla, uyasala isimiselo sika-Tixo: nabalayo bayakuzizuzela ukugwetywa. Ngokuba abapati abasisoyikiso kwizenzo ezilungileyo, kodwa kwizikohlakeleyo. Ufun' ukuba ungoyiki amandhla na? Kwenze okulungileyo, wauyakunconywa ngawo: ngokuba esisicaka sika-Tixo kuwe ngenxa yokulungileyo. Kodwa ukuba wenza okukohlakeleyo, yoyika; ngokuba akafumani asipate isirele: ngokuba esisicaka sika-Tixo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

engumpindezeleli wokwenza ngomsindo kwokwenza okukohlakeleyo. Ngako oku nifanel' ukululama, kungabi ngenxa yomsindo wodwa, kodwa nangenxa yesazelo. Ngokuba niqolela oku; ngokuba bezizicaka zika-Tixo, behlala bekangela lonto. Nikelani ngoko kubo bonke okubafaneleyo; ukuqola kwofanel' ukuqolwa, ibatalo kwofanel' ukubatalwa, ukwoyika kwofanel' ukwoyikwa, udumo kwofanel' ukudunyiswa.

*Ivangelana.* Mateyu viii. 23.

KEKALOKU ke akuba ebengenile enqanaweni, abadisipile bake bamlandela. Kwaza kwavuka uqwitela olukulu elwandhle, yada inqanawa yaselelwa ngamaza: kodwa yena wayelele. Baza abadisipile bake beza kuye, bamvusa, besiti, Nkosi sisindise, sapela. Waza wati kubo, Yinina ukuba noyike, nina abalukolo oluncinane? Wandula wesuka, watetisa umoya nolwandhle, kwaza kwabako ukuzola okukulu. Baza abantu bamangaliswa, besiti, Ngumntu onjanina lo, lento aviwa ngumoya nolwandhle! Kwati, akufika pesheya ezweni lama-Geregase, kwahlangana naye ababini abanedemoni bevela emangcwabeni, benengcwangu enkulu, kwada kwayinqaba nokuba kudhlule umntu ngaleyondhlela. Baza badanduluka, besiti, Siyintonina kuwe, Yesu, Nyana ka-Tixo? uze kusibulala lingekabiko ixesha na? Kekaloku bekuko umhlambi wehangu usidhla umgama omkudhlwana kubo. Zaza idemoni zamtandaza, zisiti, Ukuba uyasikupa, sivumele ukuba siye singene emhla-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbini wehangu. Waza wati kuzo, Hambani. Zati zipumile, zangena emhlambini wehangu, waza wati wonke umhlambi wehangu wagaleleka endaweni ehlayo wangena elwandhle, waqaukela emanzini. Baza abalusi babaleka, baya esixekweni, bashumayela into zonke, nebezenzekile kwabebenedemoni. Saza sati isixeko sonke sapuma saya kumkaulela u-Yesu: bati bakumbona, bamtandaza ukuba emke emideni yabo.

---

## EYESIHLANU ICAWA EMVA KWE-EPIFANI.

*Intandazwana.*

NKOSI siyakutandaza ukuba mauhlale uyigcina i-Kerike yako nabendhlu yako enkonzweni yako eyinene; baze abaxaswa litemba lofefe lwako lwasezulwini lodwa, bahlale begcinwa ngamandhla ako amakulu, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Kolose iii. 12.

YAMBATANI kaloku njengabanyulwa baka-Tixo abangcwele nabatandiweyo, umbilini wobulele, wesisa, wokutobeka kwenkliziyo, wolulamo, wokuqumba kade; ninyamezelane, nixolelane, ukuba kuk' onetyala kwomnye; njengokuba u-Kristu wanixolela, manenjenjalo nani. Nangapezu kwezizinto zonke, lwambateni utando, okukubandakanyiswa kwako konke ukulunga. Uxolo luka-Tixo maluzipate inkliziyo zenu, enibizelwa lona ningumzimba mnye; nibe nokubulela. Ilizwi lika-Kristu malihlale kuni likolisekile ebulumkweni bonke,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nifundisana niyalana ngokucula, nangengoma zokudumisa, nangamaculo angaye u-Moya *ka-Tixo*, niculele e-Nkosini ninofefe ezinkliziyweni zenu. Nako konke enisukuba nikwenza, nokuba kungelizwi nokuba kungomsebenzi, kwenzeni konke Egameni le-Nkosi u-Yesu, nibulela ku-Tixo kwa u-Yise ngaye.

*Ivangelana.* Mateyu xiii. 24.

UBUKUMKANI bezulu buyafanekiswa nomntu owahlwayela imbewu elungileyo entsimini yake. Kodwa kute abantu belele, lwafika utshaba lwake lwahlwayela umdiza pakati kwenqolowa, lwemka ke. Kodwa selipumile igqabi, yaza yavelisa isiqamo, kwabonakala umdiza nawo. Zaza izicaka zomninumzi zeza, zati kuye, Nkosi, ubungahlwayelanga imbewu elungileyo entsimini yako na? Pofu izuza pina umdiza? Wati kuzo, Oku kwenziwe lutshaba. Zati izicaka kuye, Unga singaya siwubute kusinina? Koko wati, Hayi; hleze niti, nakubuta umdiza, niyincotule inqolowa ndawonye nawo. Ziyekeni zihlume ndawonye zombini kude kuvunwe; ndoza nditi ekwindhla nditi kubavuni, Wubuteni kuqala umdiza, niwubope ube zizitungu zokutshiswa: kodwa inqolowa niyibutele esiseleni sam.

---

## EYESITANDATU ICAWA EMVA KWE-EPIFANI.

*Intandazwana.*

TIXO, o-Nyana wako wabonakaliswa ukuze ayitshabalalise imisebenzi ka-Satane, ase-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nze sibe ngonyana baka-Tixo nendhlilifa zobomi obungunapakade ; Sipe siyakutandaza, okokuba sinelitemba nje sizihlambulule, njengokuba ehlambulukile yena ; size siti, nxa ayakubuya abonakale enamandhla nobungcwalisa obukulu, senziwe sifane naye ebukumkanini bake obungunapakade obungcwalisekileyo ; apo ahleli kona epet' ubukosi, ndawonye nawe, Yise, nawe, Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Johane iii. 1.

KANGELANI utando u-Yise asipileyo lona, lwokuba sibizwe ngokutiwa singonyana baka-Tixo : ngenxa yoku umhlaba awusazi, ngokuba awumazanga yena. Batandwa, kaloku nje singonyana baka-Tixo, akukabonakali into esiyakuba yiyo : kodwa siyazi okokuba siyakuti, akubonakala, sifane naye ; ngokuba siyakumbona ngoko angako. Osukuba enelitemba pakati kwake, uyazihlambulula njengokuba ehlambulukile yena. Osukuba esenza isono, uyawugqita nomteto : ngokuba isono sikukugqitwa kwomteto. Kanjalo niyazi ukuba wayebonakalisiwe, ukuze asuse izono zetu ; ekungeko sono kuye. Osukuba ehleli kuye, akoni : onayo akambonanga, akamazanga. Bantwana, maningakohliswa mntu : owenza ubulungisa ulungile, njengokuba yena elungile. Owenza isono ungoka-Satane : ngokuba u-Satane esona kwasekuqaleni. Ngenxa yoku u-Nyana ka-Tixo ebebonakalisiwe, ukuba ayitshabalalise imisebenzi ka-Satane.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Ivangelana.* Mateyu xxiv. 23.

IZE niti oko, ukuba kuk' oti kuni, Kangelani nanku u-Kristu, umhlaumbi nankuya, ningakolwa kuko. Ngokuba kuyakuvela o-Kristu ababuxoki, nabaprofite ababuxoki, abayakubonisa imiqondiso emikulu nemimangaliso ; ukuze bati (ukuba kungenzeka) bakohlise kwa nabaqashwa. Niyabona ke, ndinixelele kwa ngapambili. Ize niti ngoko, ukuba bayakuti, Kangelani usenklango ; ningapumi ke : nokuba bati, Kangelani usezinkambilini ezingapakati, ningakolwa. Ngokuba kwa njengokuba imibane ipuma ecaleni lokupuma kwelanga ikanyele nasecaleni litshona ngalo, kwoba njalo ukufika kwo-Nyana womntu. Ngokuba apo sikoyo isidumbu, kulapo inkozi ziyakubutela kona. Kwoti ke, busand' ukuhla ubunzima balomihla, ilanga liyakwenziwa mnyama, nenyanga ayiyikunika ukukanya kwayo, nenkwenkwezi ziyakuwa ezulwini, ati amandhla amazulu azanyazanyiswe. Kwandul' ukubonakala umqondiso wo-Nyana womntu ezulwini : zaziya kuti oko, zilile zonke izizwe zomhlaba, zimbone u-Nyana womntu esiza emafini ezulu, enamandhla nobungcwalisa obukulu. Waeyakutuma ingelosi zake ngokuhlokoma okukulu kwexilongo, zaziyakubuta abaqashwa bake kuyo imimoya emine, kwa kwelinye icala lezulu kude kube kwelinye.

---

## ICAWA EKUTIWA YI-SETWAJESIMA,

### EYESITATU ICAWA PAMBI KWE-LENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakutandaza ukuba uyamkele ngofefe imitandazo yabantu bako ; ukuze



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

tina, esohlwaywa kaloku nje ngokusifaneleyo ngenxa yezigqito zetu, sikululwe ngofefe kokulunga kwako, kube kukudunyiswa kwegama lako ; ngaye u-Yesu Kristu u-Msindisi wetu, ohleli epet' ubukumkani, ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte ix. 24.

ANAZI na ukuba ababalekayo elugqatswini bayabaleka bonke, kanti mnye ozuza umvuzo? Manenjenjalo ukubaleka nize nizuze. Nabo bonke abangxamel' ukweyisa bazingcatu entweni zonke : bayakwenza ke, baze bazuze isitsaba esonakalayo, kodwa tina *size sizuze* esingonakaliyo. Mina kaloku ndenjenjalo ukubaleka, kungabi ngokutandabuza ; ndenjenjalo ukulwa, kungabi njengobeta umoya : kodwa ndiyawubandezela umzimba wam, ndiweyise, hleze ndingati, ndakuba ndishumayele kwabanye, ndibe lilahlwa ngokwam.

*Ivangelana.* Mateyu xx. 1.

UBUKUMKANI bezulu buyafana nomntu ongumninindhlu owapuma kusasa ukuya kuqasha abasebenzi baye entsimini yake. Wati, evumelene nabasebenzi ngemali ibenye ngosuku, wabatumela entsimini yake. Waza wapuma ngexesha elesitatu wabona abanye bemi endaweni yentengo bengasebenzi, wati kubo, Yiyani nani entsimini, ndonilungisa ukunamkelisa. Baya ke. Wabuya wapuma ngexesha elesitandatu nangelesitoba, wenza kwa njalo. Nangexesha eleshumi elinanye



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wapuma, wafumana abanye bemi bengenzinto. Wati kubo, Yinina akuba nimi apa yonke imini ningenzinto? Bati kuye, Ngokuba kungeko mntu osiqashileyo. Wati kubo, yiyani nani entsimini, ndonilungisa ukunamkelisa. Kwati kwakuhlwa wati umnininitsimi egoseni lake, Biza abasebenzi, ubanike umvuzo wabo, uqale ngabokugqibela uyakufika kwabokuqala. Bati bakufika abebeqashiwe ngexesha eleshumi elinanye, bati bonke ngabanye bazuza imali yanye. Bati bakufika abokuqala besiti bayakuzuza engapezulu, bazuza nabo bonke ngabanye imali yanye. Baza bakuyizuza, ba*ro*r*a* ngakumnininindhlu, besiti, Aba bokugqibela basebenzile ixeshana lalinye kupela, kanti ubalinganisile nati, esibe sive ubunzima nokufudumala kwemini. Kodwa wapendula wati komnye wakubo, Sihlobo andikwoni nganto, ubungavumelene nam ngemali ibenye na? Tabata okukokwako uhambe; ndonika kulò owokugqibela kwa njengoko endikunike wena. Andingenzi endikutandayo ngokukokwami na? Iliso lako likohlakele ngokuba ndilungile na? Kwa njalo abokugqibela bayakuba ngabokuqala, nabokuqala bayakuba ngabokugqibela; ngokuba baninzi ababiziweyo kodwa bebancinane abaqashiweyo.

---

## ICAWA EKUTIWA YI-SEZAJESIMA

### EYESIBINI ICAWA PAMBI KWE-LENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI Tixo, obonayo ukuba asitembeli entweni esiyenzayo tina; Sipe ngofefe



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

okokuba sigcinwe ngamandhla ako ebubini bonke ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 2 Kuma-Korinte xi. 19.

NIYABANYAMEZELA abazidenge ngovuyo, nisiti nilumkile ngokwenu nje. Ngokuba niyanyamezela akuti umntu anenze nibe ngamakoboka, ati anidhle, ati anikohlise, ati azenze mkulu, ati anibete ebusweni. Ndiyateta ngokwehlazo, njengokungati besibutataka tina. Kodwa ngendawo kuk' ongoyikiyo ngayo, (ndiyateta ngokwesidenge) andoyiki nam. Bangaba-Hebrewu na ? Ndingonjalo nam. Bangaba-Sirayeli na ? Ndinguye nam. Bayinzalo ka-Abrahame na ? Ndiyiyo nam. Bangabakonzi baka-Kristu na ? (Ndiyateta ngokwegeza) Ndingongapezulu : ndibanyele emisebenzini ; ndibagqitile ngezibeto ; ndasezintolongweni futi, ndafuti nasekufeni. Kwakukahlanu endazuza kuba-Yodi imivimbo yamashumi mane kusweleke wamnye ; kwakatatu endabetwa ngentonga ; kwakanye endagityiselwa ngamatye ; kwakatatu endapukelwa yinqanawa ; ndenza imini nobusuku ezinzulwini ; ndandisekuhambeni futi ; ndisengozini zemilambo ; nasezingozini kumanyangaza ; nasezingozini kubesizwe sakowetu : nasezingozini kubaheyideni ; nasezingozini esixekweni ; nasezingozini enklango ; nasezingozini elwandhle ; nasezingozini pakati kwabazalwane ababuxoki ; ekudinweni nasekwapukeni ; ekulindeni futi ; ekulambeni nasekunxanweni ; ekuzileni futi ; engqeleni nasekuhambeni ze ; nangapezu kwe-



Digitized by INTERNET ARCHIVE · Original from LIBRARY OF CONGRESS

zonto zangapandhle, oko endihlelwa kuko imihla ngemihla, okukutukutezelela ikerike zonke. Ngubanina oswela amandhla, ndingawasweli nam? ngubanina oxakaniswayo, endingatshi nam? Ukuba ndifanel' ukuqayisa, ndiyakuqayisa ngezinto endibutataka ngazo. U-Tixo no-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, odunyisiweyo kude kude ngunapakade, uyazi ukuba andixoki.

*Ivangelana.* Luke viii. 4.

KEKALOKU sekuhlangene endaweninye isihlwele esikulu, sisiza kuye sivela kuzo zonke izixeko, wateta ngomzekeliso, *wati*, Kwapuma umhlwayeli waya kuhlwayela imbewu yake; kwati ekuhlwayeleni kwake, yawa inxenye ngasendhleleni, yanyatelwa ke, zaza intaka zezulu zayidhla. Inxenye yawa elulwalweni, yati ipumile yaselebuniswa, ngokuba ibiswele ukunyakama. Inxenye yawa pakati kwenkanga, zaza inkanga zapuma kunye nayo, zayitshwencisa. Yati enye yawa emhlabeni olungileyo, yati ipumile, yavelisa iziqamo ngamani angamakulu. Wati etshilo nje, wadanduluka esiti, Onendhlebe zokuva makeve. Baza abadisipile bake bambuza besiti, Ungaba ngowokuti nina lomzekeliso? Wati yena, Kunikelwe kuni ukuzazi imfihlakalo zobukumkani buka-Tixo: kodwa kubo abanye ngemizekeliso; baze bati, bebona nje, bangaboni; bati, besiva nje, bangaqondi. Kekaloku umzekeliso nguwo lo: Imbewu ililizwi lika-Tixo. Abo bangasendhleleni ngabevayo; andul' ukufika u-Satane, asuse ilizwi ezinkli-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ziyweni zabo, hleze bakolwe, basindiswe. Abaselulwalweni ngabati, bakuva, balamkele ilizwi ngovuyo; abanangcambo aba, bayakolwa umzuzu, bati ngexesha lokuhendwa bawe. Ebiwile pakati kwenkanga, ngabati, bakuba bevile, bapume, baza boyiswa zizitukutezi, nazindyebo, naziziyolo zobubomi, bangavelisi iziqamo ezinobomi. Kodwa ebisemhlabeni olungileyo, ngabati, belivile nje ilizwi, baligcine ngenkliziyo emhlope nelungileyo, bavelise iziqamo ngokunyamezela.

---

## ICAWA EKUTIWA YI-KWINKWAJESIMA

### EYICAWA EYANDULELAYO I-LENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI, osifundisileyo okokuba zonke izenzo zetu kungeko utando ziyinto engeyonto; Zumtume u-Moya wako Oyingcwele, usigalele ezinkliziyweni zetu esosipo esilungileyo sotando, olusisibandakanyiso soxolo nako konke ukulunga, osukuba ehleli engenalo unjengofileyo ebusweni bako: Kwenze oku ngenxa yokupela kwo-Nyana wako u-Yesu Kristu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte xiii. 1.

NOKUBA ndide ndateta ngenteto zabantu nezengelosi, ndingenalutando, ndinjengexina ehlokomayo, nesimbali ekencezayo. Nakuba ndanokuprofitesha, ndiqonde imfihlakalo zonke, nokwazi konke; nakuba ndanokolo lwonke ndide ndibe nokukwelelisa intaba, ndingenalutando, andiyonto. Nokuba ndi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yawabela amahlwempu zonke impahla zam, nokuba ndiyawunikela umzimba wam ukuze utshiswe, ndingenalutando, andincedwa luto. Utando lunonyamezelo, lunobubele; utando alunamona; utando aluzidhli alunaratshi, alwenzi ngokungafanelekileyo, aluraleli into zalo, luqumba kade, alukankanyi okubi, aluvuyiswa yinkohlakalo, luyavuyiswa yinene; luyafihla into zonke, luyakolwa into zonke, luyatemba into zonke, luyanyamezela into zonke. Utando alunakupela: kodwa nokuba kuko iziprofitesho, ziyakupela; nokuba kuko inteto ziyakupela; nokuba kuko ukwazi kuyakutshabalala. Ngokuba siyazi ngokungesiqingata, siyaprofitesha ngokungesiqingata. Kodwa kwakufika okuzalisekileyo, okokungesiqingata kuyakupela. Oko bendingumntwana, ndateta ngokwomntwana, ndacinga ngokwomntwana, ndatelekelela ngokwomntwana; kodwa ndakuba yindoda, ndazilahla izinto zobuntwana. Ngokuba kaloku nje siyabona encwadini ngobuzizi, kodwa ngeloxesha *sobonana* ubuso ngobuso: kaloku nje ndiyazi ngokungesiqingata, oko ke ndiyakukwazi, njengokuba ndisaziwa nam. Kekaloku ukolo, netemba, notando, zisahleli, ezizinto ezintatu; kodwa eyona nkulu kuzo ilutando.

*Ivangelana.* Luke xviii. 31.

WAZA u-Yesu wazitabatela abalishumi elinababini, wati kubo, Niyabona ke, siyanyukela e-Yerusaleme, zoza zizaliseke zonke izinto ezibaliweyo ngabaprofite ngaye u-Nyana womntu. Ngokuba uyakunikelwa kuba-He-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yideni, agxekwe, enzelwe ngomona, atshicelwe: babeyakumtyabula, bambulale; woza ngomhla wesitatu abuye avuke. Baza abaqonda nanye kwezizinto: esisiteto sabafihlelwa bengazazi izinto ezibe zitetwa. Kekaloku nxa asondelayo e-Jeriko, umntu obeyimfama ebeleli ngasendhleleni, enqiba: waza esiva isihlwele sidhlula, wabuza ukuba bekuyintonina. Baza bamxelela ukuba kudhlula u-Yesu wase-Nazarete. Wadanduluka wati, Yesu, Nyana ka-Davide, ndipate ngofefe. Baza abahambayo ngapambili bamtetisa ukuba makati tu: kodwa wadanduluka ngakumbi, esiti, Nyana ka-Davide, ndipate ngofefe. Waza u-Yesu wema, wayaleza ukuba makaziswe kuye: wati akusondela wambuza, esiti, Ufun' ukuba ndikwenzele ntonina? Wati, Nkosi, ukuba ndizuze ukubona kwam. Wati u-Yesu kuye, Zuza ukubona kwako; ukolo lwako lukusindisile. Waza wazuza kwa ngoko ukubona kwake, wamlandela, emdumisa u-Tixo: baza abantu bonke, bebona nje, bamdumisa u-Tixo.

---

## UMHLA WOKUQALA WENZILO EKUTIWA YI-LENTE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, ongatiyiyo nanye into oyenzileyo, oxolela izono zabo bonke abaguqukayo; Dala pakati kwetu inkliziyo ezintsha ezigqobokileyo, size siti, sizililela izono zetu ngokuzifaneleyo, sivuma ubungendawo betu, sizuze kuwe ongu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Tixo wota*r*u lwonke, ukukululwa nokuxolelwa kanye; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Lentandazwana iyakutetwa yonke imihla ye-Lente emva kwentandazwana yemini ekoyo.*

*Eyencwadana.* Joweli ii. 12.

GUQUKELANI kum, itsho i-Nkosi, ngenkliziyo yenu yonke, nangokuzila, nangenyembezi, nangokulila. Ize ni*r*azule inkliziyo zenu, kungabi zingubo zenu, niguqukele e-Nkosini ku-Tixo wenu: ngokuba inofefe ineta*r*u, iqumba kade, inobubele obukulu, inosizi ngenxa yobubi. Ngubanina owaziyo ukuba angabuya na, aguquke ashiye itamsanqa emva kwake, kwa umnikelo wokudhla nomnikelo wokusela owe-Nkosi u-Tixo wenu? Vutelani ixilongo e-Ziyone, shumayelani uzilo, bizani inklanganiso enkulu, butani abantu, ngcwalisani umhlambi, hlanganisani abadala, butani abantwana nabawanyayo amabele; umyeni makapume enkambilini yake, nomtshakazi esililini sake; mabati abapriste, abakonzi be-Nkosi, balile pakati kwentendelezo nelatare, besiti, Bapate ngofefe abantu bako, Nkosi, uze unganikeli ilifa lako ekugxekweni, baze abaheyideni balipate ngobukosi: yinina ukuba batsho pakati kwabantu ukuti, Upina u-Tixo wabo?

*Ivangelana.* Mateyu vi. 16.

MANXA nizilayo, maningati kunubembe ubuso, njengabahanahanisi: ngokuba bona babenza bubi ubuso babo, ukuze babonakale



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ebantwini ukuba bayazila. Ngokwenene nditi kuni, Banomvuzo wabo bona. Kodwa wena, wakuzila, tambisa inkloko yako, ubuhlambe ubuso bako, ukuze ungabonakali ebantwini ukuba uyazila, kodwa ku-Yihlo osemfihlekweni; woza u-Yihlo obonayo emfihlekweni akuvuze ekuhleni. Ningaziqwebeli indyebo emhlabeni, apo kudhla inundu nomhlwa, nalapo amasela agqoboza ebe kona: kodwa ziqwebeleni indyebo ezulwini, apo kungadhli inundu nomhlwa, nalapo amasela angagqobozi ebe kona: ngokuba apo kuk' indyebo yenu, kulapo iyakubako nenkliziyo yenu.

---

## EYOKUQALA ICAWA YE-LENTE.

*Intandazwana.*

NKOSI, owati ngenxa yetu wazila ukutya intsuku zamashumi mane; Sipe ufefe lwokuba senjenjalo ukuzila, size siti, inyama yetu yeyisiwe ngu-Moya wako nje, sihlale siziva iziyalo yako ngokulunga, nangobungcwele obuyinene, kube kukudunyiswa nokungcwaliswa kwako, ohleliyo upet' ubukosi ndawonye no-Yise, no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* 2 Kuma-Korinte vi. 1.

TINA kaloku, njengabasebenzisi bake, siyanikunga ukuba maningafumani namkele ufefe luka-Tixo; (ngokuba uti, Ndikuvile ngexesha lofefe, nasemini yosindiso ndikusizile; kangelani, ngoku kulixesha lofefe; ngoku kuyimini yosindiso;) singaxakanisi mntu nganto, ukuze inkonzo *ka-Tixo* ingamangalelwa; kodwa



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngento zonke sizibonakalise ukuba singabakonzi baka-Tixo, ngonyamezelo olukulu, ezimbandezelweni, ekusweleni, ekuxakekeni, ekubetweni, ezintolongweni, ezimpitizelweni, ekusebenzeni, ekulindeni, ekuzileni; ngobungcwele, ngokwazi, ngokuqumba kade, ngobubele, ngo-Moya Oyingcwele, ngotando olungazenzisiyo, ngelizwi lenyaniso, ngamandhla ka-Tixo, ngezixobo zobulungisa ngasekunene nangasekohlo, ngokubekwa nangokudelwa, ngodumo olubi nangodumo olulungileyo; njengabakohlisi, singabenyaniso noko; njengabangaziwayo, sisaziwa kanye noko; njengabaqaukayo, sisahleli noko; njengabohlwayiweyo, singabulawanga noko; njengabalusizi, sivuya ngamaxesha onke noko; njengamahlwempu, sityebisa abaninzi noko; njengabangenanto, sinento zonke noko.

*Ivangelana.* Mateyu iv. 1.

WANDULA u-Yesu wasiwa ngu-Moya enklango, aze alingwe ngu-Satane. Wati akuba ebezile ukudhla ngentsuku zamashumi mane, wandul' ukulamba. Waza umlingi weza kuye wati, Ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, yitsho ukuba lamatye enziwe abe zizonka. Wapendula wati, Kubaliwe ngokutiwa, Umntu akayikupila sisonka sodwa, kodwa ngawo onke amazwi apuma emlonyeni ka-Tixo. Wandul' u-Satane wamtabata wamsa esixekweni esingcwele, wammisa pezu kwengcopo yetempile, wati kuye, Ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, ziposele pantsi; ngokuba kubaliwe ngokutiwa, Uyakuyaleza ingelosi zake ngawe,



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

zaziyakukuxasa ngezandhla zazo, uze ungakahleli etyeni unyawo lwako. U-Yesu wati kuye, Kubaliwe kanjako, Uze ungayihendi i-Nkosi u-Tixo wako. Wabuya u-Satane wamtabata waya naye entabeni ende kakulu wambonisa zonke izikumkani zomhlaba, nobungcwalisa bazo, wati kuye, Zonke ezizinto ndiyakukupa, ukuba uyakuwa pantsi undibedeshe. Wandul' u-Yesu wati kuye, Suka umke apa, Satane; ngokuba kubaliwe ngokutiwa, Uyakuyibedesha i-Nkosi u-Tixo wako, uyikonze yona yodwa. Wandul' u-Satane wamshiya, zaza ingelosi zeza zamkonza.

## EYESIBINI ICAWA YE-LENTE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, obonayo ukuba tina ngokwetu asinamandhla okuzinceda; Silondoloze ngokwapandhle emizimbeni yetu, nangokwapakati emipefumlweni yetu; size sigcinwe emashweni onke ungahlelwa ngawo umzimba, nakuzo zonke inkumbulo ezikohlakeleyo ezingavukelana nompefumlo, ziwenzakalise; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Tesalonika iv. 1.

SIYANITANDAZA, bazalwane, siniyale ngayo i-Nkosi u-Yesu, okokuba nande ngakumbi nangakumbi kwoko enikuzuze kuti, ukuba maniti nina ukuhamba, nokutandeka ku-Tixo. Ngokuba niyazi imiyalelo esiyinikeleyo kuni ngayo i-Nkosi u-Yesu. Ngokuba oku kuyintando ka-Tixo, kwa ukungcwaliswa kwenu,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

okokuba niwuzile umbulo, niti nonke ngabanye nazi ukukugcina okukokwake ngobungcwele nangobumsulwa; kungabi ngonqweno, njengabaheyideni abangamaziyo u-Tixo; kuze kungabiko ogqitisayo nomdhlayo umzalwane wake nganto; ngokuba i-Nkosi ingumpindezeli wabo bonke abanjalo, njengoko besiniyalile ngapambili, saninqinela ngako. Ngokuba u-Tixo akasibizelanga ekuncoleni, kodwa ebungcweleni. Ngako odelayo akadeli mntu, *udela* u-Tixo, osipileyo u-Moya wake Oyingcwele.

*Ivangelana.* Mateyu xv. 21.

WESUKA apo u-Yesu, waya emideni ye-Tire ne Sidone. Kekaloku kwapuma um-Kananekazi kulomida, wadanduluka emva kwake, esiti, Ndipate ngofefe, Nkosi, Wena Nyana ka-Davide; intombi yam ibandezelwa kakubi yidemoni. Kodwa akampendula nangalinye ilizwi. Baza abadisipile bake beza bamtandaza, besiti, Mndulule; ekala emva kwetu nje. Kodwa wapendula, wati, Anditunywanga kupela ezigusheni ezilahlekileyo zendhlu yo-Sirayeli. Waza weza wembedesha, esiti, Nkosi, ndincede. Wapendula wati, Akufanelekile ukuba kutatyatwe isonka sabantwana, siposelwe ezinjeni. Wati yena, Unyanisile, Nkosi, kodwa noko izinja ziyadhla imvutuluka eziwayo ezitafileni zabaninizo. Waza u-Yesu wapendula wati kuye, Mfazindini, lukulu ukolo lwako, mawenzelwe ngendawo oyifunayo. Yaza intombi yake yapiliswa kwa ngeloxeshana.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## EYESITATU ICAWA YE-LENTE.

*Intandazwana.*

SIYAKUTANDAZA, Tixo onamandhla onke, okokuba ukangele inkanuko zenkliziyo zezicaka zako ezilulamileyo, usolule isandhla sokunene sobukulukazi bako, sibe sisikuselo setu ezintshabeni zetu zonke; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese v. 1.

YIBANI kaloku abalandeli baka-Tixo, njengabantwana abatandekayo; nihambe ngotando, njengokuba u-Kristu esitandile, wazinikela tina, abe ngumnikelo nedini evumba elimnandi ku-Tixo. Kodwa umbulo, nokuncola konke, nonqweno, malungake lukankanywe pakati kwenu, njengokuba kufanel' abangcwele; kwa nobu*r*eletyo, nokuteta ngobuhilihili, nobumenemene, izinto ezingafanelekileyo; makuti kodwa kubeko imibulelo: ngokuba niyakwazi oko, ukuba akuko mpimisi, noncolileyo, nom*r*aleli, ongumkonzi wezitixo, oyakudhla ilifa lobukumkani buka-Kristu nobuka-Tixo. Maningakohliswa mntu ngamazwi angendawo: ngokuba ngenxa yezizinto kuza umsindo ka-Tixo pezu kwosapo olungevayo. Ningabi kaloku abamkeli kunye nabo: ngokuba benike naba bubumnyama, kodwa kaloku nje nikukukanya e-Nkosini: hambani njengabantwana bokukanya; (ngokuba iziqamo zo-Moya *ka-Tixo* zikuko konke ukulunga, nobulungisa, nenyaniso;) niqonda okutandekayo e-Nkosini. Ningabi nabukolwane nemi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sebenzi engeyonto yobumnyama, kodwa niyohlwaye : ngokuba kulihlazo nokuba kuke kukankanywe into ezenziwa ngabo ngasese. Kodwa zonke izinto ezike zohlwaywe ziyabonakaliswa kukukanya ; ngokuba okubonakalisayo kukukukanya. Ngoko uti, Vuka wena oleleyo, usuke kwabafileyo, woza u-Kristu akukanyise.

*Ivangelana.* Luke xi. 14.

U-YESU ebekupa idemoni, yaisidenge ke. Kwati yakupuma idemoni, sateta isidenge ; baza abantu bamangaliswa. Yati inxenye, Idemoni uzikupa ngo-Belzebube inkosi yedemoni. Bati abanye, bemlinga, bafuna kuye umqondiso wasezulwini. Kodwa yena ezazi inkumbulo zabo, wati kubo, Bonke ubukumkani bupambeneyo pakati kwabo buyatshabalala ; nendhlu epambene kwa nendhlu iyawa. Ukuba u-Satane upambene pakati kwake, ubukumkani bake buyakutinina ukuma ? ngokuba niti, ndiyakupa idemoni ngaye u-Belzebube. Ukuba mina ndiyakupa idemoni ngo-Belzebube, onyana benu bazikupa ngobanina ? ngoko boba ngabagwebi benu. Kodwa ukuba ndiyazikupa idemoni ngomnwe ka-Tixo, ngokwenene ubukumkani buka-Tixo sebupezu kwenu. Manxa umntu onamandhla exobile uyayilinda indhlu yake, impahla zake zihleli zonwabile ; kodwa kwakufika onamandhla kuye, ameyise, uyamhluta zonke izixobo zake abezitembe zona, awabe amaxoba ake. Ongenam uyalana nam, nongabutelani nam uyacita. Umoya oncolileyo akupuma emntwini, uyahamba ezindaweni



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ezomileyo efuna ukupumla; engakufumani nje, uti, ndobuyela endhlwini yam endapuma kuyo. Ati akufika, ayifumane itshayelwe, ivatisiwe. Andul' ukuya azitabatele abanye omoya babe sixenxe abakohlakele ngokungapezulu, bangene ke, bahlale kona; iti inklalo yalomntu yangasemva ibe mbi kweyangapambili. Kwati esaṭeta ezizinto, umfazi otile owasemhlambini wapakamisa ilizwi lake, wati kuye, Sinetamsanqa isizalo esikuzeleyo, namabele owanyileyo. Kuloko wati yena, Banetamsanqa ngakumbi abalivayo ilizwi lika-Tixo, baligcine.

---

## EYESINE ICAWA YE-LENTE.

*Intandazwana.*

YENZA siyakutandaza, Tixo onamandhla onke, okokuba tina esifanel' ukwohlwaywa ngenxa yezenzo zetu ezikohlakeleyo, siti ngotutuzelo lwofefe lwako sikululwe kuzo ngosizi lwako; ngayo i-Nkosi no-Msindisi wetu ongu-Yesu Kristu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Galate iv. 21.

KANINDIXELELE, nina enifun' ukuba nibe pantsi kwomteto, ukuba aniwuvi na umteto? Ngokuba kubaliwe ngokutiwa, u-Abrahame ebenonyana ababini, omnye ngowekobokakazi, omnye ngowomfazi wake. Lowo ke wekobokakazi wazalwa ngokwenyama, ko dwa owomfazi *wazalwa* ngedinga. Ezozinto ke zingumzekeliso: ngokuba aba bazingcebano ezimbini; olunye luvela entabeni ye-Sina, oluzalela ukukoboka, olungu-Hagare. Ngokuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

u-Hagare lowo uyintaba ye-Sina yase-Arabiya, ezekelisa i-Yerusaleme ekoyo ngoku, esebukobokeni ndawonye nabantwana bayo. Kodwa i-Yerusaleme yangapezulu ikululekile, ingumà wetu sonke. Ngokuba kubaliwe ngokutiwa, Vuya, wena ludhlolo ongazaliyo ; qabuka udanduluke, wena ongenanimba : ngokuba abantwana bomhlolokazi bebaninzi pezu kwabalowo onendoda. Tina, bazalwane, singabantwana bedinga njengu-Yisake. Kodwa njengokuba ozelweyo ngokwenyama wambandezela obezelwe ngokwo-Moya ; kunjalo nakaloku. Kodwa Isibalo sitinina? *Siti,* gxota ikobokakazi nonyana walo ; ngokuba unyana wekobokakazi engasayikulidhla ilifa ndawonye nonyana womfazi okululekileyo. Ngako oko bazalwane, asingabo abantwana bekobokakazi, singabomfazi okululekileyo.

*Ivangelana.* Johane vi. 1.

U-YESU waya ngapesheya kwolwandhle lwase-Galili, olulolwandhle lwase-Tiberiyasi. Kwaza kwamlandela isihlwele esikulu, sibona nje imimangaliso abeyenza kwabanezifo. Waza u-Yesu wenyukela entabeni wahlala kona nabadisipile bake. Nepasika, engumtendeleko waba-Yodi, ibikufupi. Wati u-Yesu akupakamisa amehlo ake, wabona umhlambi omkulu usiza kuye, wati ku-Filipi, Siyakusitenga pina isonka, ukuze aba badhle? (Watsho emlinga, eyazi nje ngokwake into ebeyakuyenza.) U-Filipi wampendula wati, Izonka ezamakulu mabini emali azingebaneli, baze bonke ngabanye bazuze intwana. Omnye ku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE · Original from LIBRARY OF CONGRESS

badisipile bake, u-Andrewu umninawe ka-Simone Petrosi, wati kuye, Kuk' umfana apa, onezonka ze*r*alasi ezihlanu, nenklanzi ezimbini : kodwa zingayintonina ezo kwabangaka? Wati u-Yesu, Bahlaliseni pantsi abantu. Yayininzi ingca kulondawo. Ahlala pantsi ke amadoda anani belingati lingamawaka amahlanu. Waza u-Yesu watabata izonka, wati akuba ebebulele, wabela abadisipile, baza abadisipile babela abebehleli pantsi ; kwa nenklanzi ngokutanda kwabo. Bakuhluta, wati kubadisipile bake, Butani amaqekeza aseleyo, kuze kungalahleki nto. Bawabuta ke, bazalisa izitya zalishumi elinazibini ngamaqekeza ezonka ze*r*alàsi ezihlanu abesele kwabebedhlile. Bandul' abobantu bakuba bewubonile umangaliso obewenziwe ngu-Yesu, bati, Ngokwenene nguye lom-Profite obeyakuza emhlabeni.

---

## EYESIHLANU ICAWA YE-LENTE.

*Intandazwana.*

SIYAKUTANDAZA, Tixo onamandhla onke, okokuba maubakangele ngofefe abantu bako ; baze bahlale bepatwa begcinwa emzimbeni nasempefumlweni ngokulunga kwako okukulu ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuba-Hebrewu ix. 11.

U-YESU efikile nje engum-Priste Omkulu wento ezilungileyo eziyakubako, ute ngentente enkulu nefezekileyo ngakumbi, engada-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lwanga ngazandhla; okukuti engeyiyo yokukudalwa; kungabi ngegazi lebokwe nelamatole; kodwa kungelake igazi ewangena kwakanye endaweni engcwele, esizuzele inkululeko engunapakade. Ngokuba ukuba igazi lenkunzi zenkomo nelebokwe, notutu lwetokazi lufefa abancolileyo luyangcwalisa kube kukuhlanjululwa kwenyama; kwoba ngokungakananina ngakumbi eliyakuti igazi lika-Kristu, owati ngo-Moya Oyingcwele wazinikela emsulwa ku-Tixo, lihlambulule inkliziyo zenu kuyo imisebenzi efileyo kuze kukonzwe u-Tixo ohleliyo? Ngenxa yoku ungu-Mteteleli wocebano olutsha, baze ababiziweyo bazuze isitembiso selifa elingunapakade ngokufa okwenzelwe ukukululwa kwezigqito zangakulo ucebano olwokuqala.

*Ivangelana.* Johane viii. 46.

WATI u-Yesu, Ngubanina ongandinika ityala lesono? kodwa ukuba nditeta inyaniso, yinina ukuba ningakolwa kum? Ongoka-Tixo uyaweva amazwi ka-Tixo; ngenxa yoku aniweva, ningengabaka-Tixo nje. Bapendula aba-Yodi bati kuye, Asilungisi yinina ukuti, Ungum-Samariya, unedemoni? Wapendula u-Yesu wati, Andinademoni; kodwa ndiyambeka u-Bawo, kanti niyandidela mina. Andifuni olwam udumo; kuk' ofunayo nogwebayo. Ngokwenene, ngokwenene, nditi kuni, Ukuba umntu uyasigcina isiteto sam, akasayikuz' abone ukufa. Bati aba-Yodi kuye, Siyazi kaloku ukuba unedemoni: u-Abrahame ufile, kwa nabaprofite; kanti uti wena, Ukuba umntu uyasigcina isiteto sam, akasayikuza



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

akuve ukufa. Umkulu na kubawo wetu u-Abrahame, ofileyo? nabaprofite basebefile nabo: uzenza banina wena? Wati ukupendula u-Yesu, Ukuba ndiyazidumisa, udumo lwam alunto yanto; ngu-Bawo ondidumisayo, eniti ngaye, ungu-Tixo wenu: kanti animazanga; kodwa ndiyamazi mina; kanjalo ukuba bendiyakuti, andimazi, bendiyakuba lixoki njengani; kodwa ndiyamazi, ndisigcine isiteto sake. Uyihlo wenu u-Abrahame wavuyela ukubona imini yam, wayibona ke, wavuya. Bati aba-Yodi kuye, Akukabi neminyaka imashumi mahlanu, u-Abrahame umbonile na? U-Yesu wati kubo, Ngokwenene, ngokwenene, nditi kuni, Engekabiko u-Abrahame ndiko mina. Bandul' ukutabata amatye ukuze bamgibisele ngawo: kodwa u-Yesu wazifihla, wapuma etempileni.

---

## ICAWA EYANDULELAYO I-PASIKA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, owati ngotando nangobubele bako ngasebantwini, watuma u-Nyana wako u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, ukuze azitabatele ubuntu betu, aze eve ukufa ekuruseni, baze abantu bonke bafuze umlinganiso wolulamo lwake olukulu; Yenza ngofefe okokuba tina, siwulandela umlinganiso wokunyamezela kwake, sibe ngabahlulelí bokuvuka kwake; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Incwadana.* Kuma-Filipi ii. 5.

MANITI, nibe kwanenkliziyo ebiku-Yesu Kristu; owati, enesimilo sika-Tixo, akaba kukuhlasela ukuba alingane no-Tixo; kodwa wazenza ongendawo, wazitabatela ubucaka, wenziwa afane nomntu: waza efunyanwe angati ngumntu, wazitoba, walulamela ekufeni, kwasekufeni kwekuruse. Ngako oko u-Tixo umpakamisile kakulu, wamnika Igama elingapezu kwawo onke amagama; ukuze Egameni lika-Yesu kuguqe amadolo onke, ezinto zasezulwini, nezasemhlabeni, nezangapantsi kwomhlaba: zize ziti ilwimi zonke zimvume u-Yesu Kristu ukuba uyi-Nkosi, kube kukudunyiswa kuka-Tixo ongu-Yise.

*Ivangelana.* Mateyu xxvii. 1.

KWATI kwakusa, bonke abapriste abakulu nabadala babantu bacebisana ngakuye u-Yesu, ukuze bambulalе. Baza bembopile, bemka naye, bamnikela ku-Pontiyusi Pilati obengumpati. Wandul' u-Judasi, obemngcatshile, akubona ukuba ugwetyiwe, waguquka, wawabuyisa lomashumi amatatu esilivere kubapriste abakulu nakubadala, esiti, Ndonile, ngokungcatsha igazi elingenatyala. Bati, Kuyintonina kuti oko? kukangele ngokwako. Waza wazilahlela pantsi ezomali zesilivere etempileni, wemka, waya wazixoma. Baza abapriste abakulu bazitabata ezomali zesilivere, bati, Akulungile ukuzibeka endaweni yeminikelo, ngokuba zimali zegazi. Baza bacebisana, batenga ngazo intsimi yombumbi, ibe yeyoku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngcwaba abangabasemzini. Kungoko ukuba lontsimi yabizwa ngokutiwa, Yintsimi yegazi, kwada kwanamhla. (Kwandul' ukuzaliseka obekutetiwe ngu-Yeremiya umprofite esiti, Baza bawatabata lomashumi amatatu emali, alixabiso lalowo obemiselwe inani, elamiswa lusapo lo-Sirayeli, baza batenga ngawo intsimi yombumbi, njengoko i-Nkosi ibindiyaleze ngako.) Waza u-Yesu wema pambi kwompati; wati umpati ukumbuza, Ungukumkani waba-Yodi na? Wati u-Yesu kuye, Utsho nawe. Wati akunikwa ityala ngabapriste abakulu nangabadala, akapendula nto. Wandul' u-Pilati wati kuye, Akuziva na ukuba zininzi kwazo izinto abazinqina ngakuwe? Kodwa akapendula nalinye ilizwi, wada umpati wamangaliswa kakulu. Kekaloku ngalomtendeleko umpati ebeqel' ukubakulululela abantu umbanjwa abe mnye, abangamtandayo. Bekuko umbanjwa oko odumileyo, obengu-Barabasi igama lake. Ngako oko sebebutene, wati u-Pilati kubo, Nifun' ukuba ndinikulululele banina; U-Barabasi, u-Yesu okutiwa ngu-Kristu, kusinina? Ngokuba ebesazi ukuba bebemnikele ngenxa yolunya. Kwati ehleli esihlalweni sokugweba, umfazi wake watuma kuye, esiti, Lomntu olungileyo zungamenzi luto: ngokuba bendibandezeleke kakulu ngaye epupeni namhla. Kodwa abapriste abakulu nabadala basicenga isihlwele, ukuba masibize u-Barabasi, simtshabalalise u-Yesu. Wapendula umpati wati kubo, Nifun' ukuba ndinikulele owupina kwabababini? Bati, u-Barabasi. Wati kubo u-Pilati, Ndimenze ntonina



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

u-Yesu okutiwa ngu-Kristu? Bati kuye bonke, Makakuruseshwe. Wati umpati, Ngandawo nina? wone ntonina? Koko kukona badandulukayo besiti, Makakuruseshwe. U-Pilati, ebona nje ukuba akanakwenza luto, kodwa ngati kuzakubako impitimpiti, watabata amanzi, wahlamba izandhla zake pambi kwesihlwele, esiti, Andinatyala egazini lalomntu olungileyo; likangeleni nina. Baza bapendula abantu bonke, bati, Igazi lake malibe pezu kwetu napezu kwabantwana betu. Wandul' ukubakululela u-Barabasi: wati ukuba ebemtyabule u-Yesu, wamnikela ukuze akuruseshwe. Andul' amasodati ompati amsa u-Yesu endhlwini yawo, ambutela ibandhla lonke. Aza amhluba, amambatisa ingubo ebomvu. Ati elukile isitsaba sameva, asifaka enkloko yake, nengcongolo esandhleni sake sokunene: ati eguqa pambi kwake, amgxeka, esiti, A, Kumkani waba-Yodi. Aza amtshicela, atabata ingcongolo leyo, ambeta enkloko. Ati emgxekile, amhluta ingubo leyo, amambatisa ingubo zake, emka naye ukuyakumkurusesha. Ati ehamba, afumana umntu owase-Kirene, ogama belingu-Simone; obamnyanzela ukuba ayitwale ikuruse yake. Aza akufika endaweni ekutiwa i-Gologota, okukuti, indawo yenkankani, amnika iviniga edityaniswe nenyongo: wati akuba ebeyivile, akavuma ukuyisela. Aza amkurusesha, abelana ngengubo zake, enza amaqashiso: ukuze kuzaliseke obekutetiwe ngumprofite, esiti, Babelana ngengubo zam, benza amaqashiso pezu kwesivato sam. Aza ehleli pantsi amlinda kona apo; aza amisa



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

pezu kwenkloko yake ityala lake libaliwe ngokutiwa, LO NGU-YESU UKUMKANI WABA-YODI. Kwaza kwakuruseshwa ndawonye naye amasela amabini; elinye lingasekunene kwake, elinye ngasekohlo. Baza abadhlulayo bamtuka, behlunguzela inkloko zabo, besiti, Wena ocitayo itempile, uyake ngentsuku ntatu, zisindise: ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, yihla ekuruseni. Kanjalo abapriste abakulu, ndawonye nababali nabadala, bamgxeka, besiti, Wasindisa abanye, akanako ukuzisindisa ngokwake: ukuba ungu-Kumkani wo-Sirayeli, makehle ngoku ekuruseni, size sikolwe nguye. Watembela ku-Tixo; makamkulule ngoku, ukuba uyamvuma: ngokuba wati, Ndingu-Nyana ka-Tixo mina. Namasela abebekuruseshiwe ndawonye naye bamtuka kwa ngokunjalo. Kekaloku kweyesitandatu iyure kwabako ubumnyama pezu kwalo lonke ilizwe kwada kwayiyure yesitoba. Kekaloku ke ngeyure yesitoba u-Yesu wadanduluka ngelizwi elikulu esiti, *Eli*, *Eli*, *lama sabakatani?* okukuti, Tixo wam, Tixo wam, undishiyele nina? Baza inxenye yabemi kona, bakuva oko, bati, Lomntu ubiza u-Elija. Wati kwangoko wabaleka omnye wakubo, watabata ikepekepe, walizalisa ngeviniga, walifaka engcongolweni, wamseza. Bati abanye, Kauyeke, kesibone ukuba u-Elija uyakuza amsindise, kusinina. U-Yesu akuba ebedandulukile kanjako ngelizwi elikulu, wawundulula umpefumlo. Saza isikuselo sasetempileni, sarazuka, siqala pezulu saya kupuma ezantsi, kwangcangcazela umhlaba, aqekeka



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

namawa, avuleka namangcwaba, kwavuka nemizimba emininzi yabangcwele abebelele, bapuma emangcwabeni emva kwokuvuka kwake, babonakala kwabaninzi. Yati inkosi yekulu nababebenayo bemlinda u-Yesu, bakubona ukungcangcazela kwomhlaba, nezinto ezenziweyo, boyika kakulu, besiti, Ngokwenene lo ebengu-Nyana ka-Tixo.

---

## I-'MONDAY' EYANDULELAYO I-PASIKA.

*Eyencwadana.* Yisaya lxiii. 1.

NGUBANINA lo ovela ngase-Edome, ongubo zinamabala ase-Bozra? l' ozivato zikazimlayo, ehamba ebukulwini bamandhla ake? Ndim, oteta ngobulungisa, onamandhla okusindisa. Yinina ukuba sibe bomvu isivato sako, nengubo zako zibe njengezoxovulayo esingcinezelweni seveyine? Bendixovula ndindedwa esingcinezelweni seveyine, nasebantwini akwabako ondincedayo. Ngokuba ndiyakubaxovula ngomsindo wam, ndibanyatele ngobu*r*ala*r*ume bam, negazi labo lotshizelwa ezingutyeni zam, zodyojwa zonke izivato zam. Ngokuba imini yempindezelo isenkliziyweni yam, nomnyaka wabakululwa bam ufikile. Ndakangela, akwabako oncedayo; ndati nqa ukuba bekungeko oxasayo: ngoko ingalo yam yandenzela usindiso, nomsindo wam wandixasa. Ndiyakubanyatela pantsi abantu ngomsindo wam, ndibenze banxile ngobu*r*ala*r*ume bam, ndiwatobele emhlabeni amandhla abo. Ndiyakukankanya izibele ze-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nkosi nezibongo ze-Nkosi, njengako konke okusipile u-Yehova, nofefe lwake olukulu olungakuyo indhlu yo-Sirayeli, obelunikelwe kuyo ngezibele zake, nangobuninzi benceba zake. Ngokuba ebete, Ngokwenene bangabantu bam, ngabantwana abangasayikuxoka: waba ngu-Msindisi wabo ke. Kuzo zonke imbandezelwa zabo wabandezelwa naye, nengelosi yasebusweni bake yabakulula: ngotando lwake, nangotaru lwake, wabasindisa, wabatwala, wabapata yonke imihla yakudala. Kodwa bavukelana naye, bamdanisa u-Moya wake Oyingcwele; ngoko waguqulwa abe lutshaba lwabo, walwa nabo ke. Wandula wakumbula imihla yakudala, o-Mosesi nabantu bake, esiti, Upina obanyusa elwandhle benomalusi womhlambi wake? Upina lowo owangenisa kuye u-Moya wake Oyingcwele? owabakokela ngesokunene sika-Mosesi, ngengalo yake edumileyo, ecanda amanzi pambi kwabo, ukuze azenzele Igama elingunapakade? owabakokela enzulwini ngengehashe *elihamba* etafeni, bangakubeki? Njengenkomo ehlela entilini, u-Moya we-Nkosi wampumza njalo: wenjenjalo ukukokela abantu bako, uzenzele Igama elidumileyo. Kangela kaloku usezulwini, ubeke usesihlalweni sobungcwele nesodumo lwako: lipina ikwele lako, namandhla ako, nobukulu besisa sako, nezibele zako ngakum? Zinqatyelwe na? Ngokwenene wena ungu-Bawo wetu, noko engasaziyo u-Abrahame, no-Sirayeli engazani nati: Wena Nkosi, ungu-Bawo wetu, no-Mkululi wetu, Igama lako lingunapakade. Nkosi, yinina



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukuba wasenza ukuba siposisane nendhlela zako? wazenza lukuni inkliziyo zetu size singakwoyiki? Buya ngenxa yezicaka zako, izizwe zelifa lako. Abantu bobungcwele bako balifuyile umzuzu omncinane, intshaba zetu ziyinyatele indawo yako eyingcwele. Singabako tina: akuzanga uzipate zona; azizanga zibizwe ngegama lako.

*Ivangelana.* Maraki xiv. 1.

KEKALOKU ke umtendeleko wepasika nowesonka esingenagwele ubuzakubako emva kwentsuku mbini: baza abapriste abakulu nababali bafuna ukuba bangatinina ukuze bambambe ngamaqinga, bambulale. Koko bati, makungabi ngomhla womtendeleko, hleze kubeko isipitipiti ebantwini. Kwati ese-Betane endhlwini yo-Simone umleperi, nxa ebehleli ekutyeni, weza umfazi eneqaga lamafuta espikenade anqabileyo kakulu, waza waliqekeza iqaga, wawagalela enkloko yake. Baza inxenye bamqumbela, bati, Okukucitwa kwalamafuta kokwentonina? Ngokuba ngekutengwe inani elingapezu kwamakulu amatatu emali ngawo, anikwe kumahlwempu: baza barorela njalo ngakuye. Waza u-Yesu wati, Myekeni: nimkatazela nina? undenzele umsebenzi olungileyo: ngokuba amahlwempu akuni ngamaxesha onke, niti manxa nitandayo nibe nokuwanceda; kodwa andikuni ngamaxesha onke mina. Ukwenzile oko ebenako, uze ukunditambisa umzimba pambi kwokungcwatywa kwam. Ngokwenene nditi kuni, apo iyakusukuba ishunyayelwe kona



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

levangeli emhlabeni wonke, oku akwenzileyo yena kuyakutetwa kube kukukunjulwa kwake. Waza u-Judasi Sikariyoti engoweshumi elinababini waya kubapriste abakulu ukuze amngcatshele kubo. Bati bakuva, bavuya, bamtembisela imali. Waza wafuna ukuba angatinina ukumngcatsha ngexesha elilungileyo. Kwati ngemini yokuqala yesonka esingenagwele, bakuxela ipasika, abadisipile bake bati kuye, Ufuna ukuba siye sikulungisele pina, ukuze uyidhle ipasika? Waza watuma ababini kubadisipile bake, esiti kubo, Yiyani esixekweni, noti kona nihlangane nomntu epete isitya samanzi; mlandeleni: Nalapo angena kona, niti kumnininindhlu, Ute u-Mfundisi, Ipina inkambili yendwendwe, endiyakutyela kuyo ipasika ndawonye nabadisipile bam? Waeyakunibonisa inkambili enkulu yangapezulu inezandhlalo, ilungisiwe: silungiseleni kona. Baza abadisipile bake bapuma, baya esixekweni, bafumana njengokuba ebetshilo kubo: baza balungisa ipasika. Weza yena kwakuhlwa eneshumi elinababini. Waza u-Yesu, besahleli besidhla, wati, Ngokwenene nditi kuni, Omnye wakuni odhlelana nam uyakundingcatsha. Baza baqala ukuba nosizi, nokuti kuye ngabanye, Ndimi na? wati omnye, Ndimi na? Wapendula wati kubo, Ngomnye oweshumi elinababini ofaka isandhla sake esityeni ndawonye nam. U-Nyana womntu uyahamba njengokuba kubaliwe ngaye: kodwa kuyakuba kubi kulomntu ayakungcatshwa nguye u-Nyana womntu: ngekulungele lomntu ukuba ebengazanga azalwe. Wati,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

besidhla, u-Yesu watabata isonka, watamsanqelisa, wasiqezula, wanikela kubo, wati, Tabatani, nidhle: oku kungumzimba wam. Waza watabata indebe, wati akuba ebebulele, wayinikela kubo: baza basela kuyo bonke. Waza wati kubo, Oku kuligazi lam locebano olutsha, elipalazelweyo abaninzi. Ngokwenene nditi kuni, Andisayikusela kanjako kwisiqamo somti weveyine, ide ibeko lomini endiyakusisela ngayo sisitsha ebukumkanini buka-Tixo. Bati, beculile iculo, bapuma baya ngasentabeni yeminquma. Waza u-Yesu wati kubo, Noxakaniswa nonke ngenxa yam ngobubusuku; ngokuba kubaliwe ngokutiwa, Ndobeta umalusi, zaziyakucitakala igusha. Kodwa emva kwokuvuka kwam ndiyakunandulela ndiye e-Galili. Koko u-Petrosi wati kuye, Nakuba bexakaniswa bonke, andiyikuxakaniswa mina. Wati u-Yesu kuye, Ngokwenene nditi kuwe, kwa namhla kwa ngobubusuku, ingekalili kabini inkuku, uyakundikanyela katatu. Kodwa kukona waqinisayo ngokuti, Nakuba bendiyakufa nawe, bendingayikukukanyela. Batsho njalo bonke. Baza bafika endaweni ekutiwa yi-Getesemane: waza wati kubadisipile bake, Hlalani pantsi apa nxa ndisatandaza mina. Waza wazitabatela u-Petrosi no-Yakobi no-Johane, waqala ukuba nevuso nokuba lusizi kakulu, wati kubo, Umpefumlo wam unosizi olukulu kude kube sekufeni; salani apa nilinda. Waza wahamba umganyana, wawa emhlabeni, watandaza okokuba, ukuba kungenzeka, eloxesha malidhlule kuye. Wati, Abba, Bawo, zonke izinto zingenzeka kuwe; yisuse



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kum lendebe; kodwa makungenziwe ngentando yam, makube ngeyako. Waza esiza wabafumana belele, wati ku-Petrosi, Simone, ulele na? Ubungenako nakulinda ixeshana nokuba belilinye? Lindani nitandaze hleze ningene ekuhendweni; umoya wona uyavuma, kodwa inyama ibutataka. Wabuya wemka, watandaza, eteta kwa lomazwi. Wati akubuya, wabafumana belele kanjako, (ngokuba amehlo abo ebenzima,) bengazi ukuba bangatinina ukumpendula. Weza ngokwesitatu wati kubo, Lalani kaloku, nipumle: kwanele, ixesha lifikile; kangelani, u-Nyana womntu ungcatshelwe ezandhleni zaboni. Vukani sihambe; nanku ondingcatshayo eselekufupi. Kwati kwangoko esateta, weza u-Judasi engoweshumi elinababini, enesihlwele esikulu sipete incula nenduku, sivela kubapriste abakulu, nakubababali, nakubadala. Kekaloku lo omngcatshayo ebebanikile umqondiso, esiti, osukuba endiyakumanga, nguye lowo; mbambeni, nihambe naye ngokuqinisekileyo. Wati akufika usel' esiza kuye, wati, Mfundisi, Mfundisi, wamanga. Baza babeka izandhla pezu kwake, bambamba. Wati omnye wabemi kona wa*r*ola incula yake, wabeta isicaka sompriste omkulu, wasinqumla indhlebe. Wapendula u-Yesu wati kubo, Nipume ukuza kundibamba ngokungati ndilisela na, nipete incula nenduku? Bendinani imihla ngemihla etempileni ndifundisa, anandibamba ke; kodwa Izibalo zifanel' ukuzaliseka. Baza bamshiya bonke, babaleka. Kekaloku bekumlandela umfana otile, eneqiya etiwe tyu emzi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbeni wake; baza abafana bambamba: waza wayishiya iqiya, wabaleka ze. Baza bamsa u-Yesu kumpriste omkulu: bekubutene bonke abapriste abakulu, nabadala, nababali, ndawonye naye. Waza u-Petrosi wamlandela ekude, kwada kwasendhlwini yompriste omkulu; wahlala nezicaka, esota umlilo. Baza abapriste abakulu nepakati lonke bafuna isingqino ngakuye u-Yesu ukuze bambulale, abasifumana ke. Ngokuba abaninzi banqina ngakuye ngobuxoki, kodwa ukunqina kwabo akwalungelelana. Besuka abatile banqina ngakuye ngobuxoki, besiti, Besimvile esiti, Ndiyakuyicita letempile enziwe ngezandhla, nditi ngentsuku ntatu, ndake enye ingenziwanga ngazandhla. Kodwa akwalungelelana nakona ukunqina kwabo. Wesuka umpriste omkulu, wema ngapakati, wambuza u-Yesu, esiti, Akupenduli nto na? Yintonina abayinqinela ngawe? Kuloko wati tu, akapendula nto. Wabuya umpriste omkulu wambuza, wati kuye, Ungu-Kristu na, u-Nyana w-Onetamsanqa? Wati u-Yesu, Ndinguye; noza nibone u-Nyana womntu ehleli ngasekunene samandhla, esiza ngamafu ezulu. Wandula umpriste omkulu wa*r*azula ingubo zake, wati, Sisaswela nganina amangqina? nikuvile ukugxeka oku, nitinina ke? Baza bamgweba bonke ukuba unetyala lokufa. Baza inxenye baqala ukumtshicela, nokugqubutela ubuso bake, nokumqwakaza, nokuti kuye, Profitesha: zambeta nezicaka ngezandhla zazo. Waye u-Petrosi esezantsi endhlwini, seza isicakakazi sompriste omkulu, saza sakumbona u-Petrosi



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

esota umlilo, samkangela, sati, Nawe ubuno-Yesu wase-Nazarete. Kodwa wakanyela esiti, Andiyazi, andiyiqondi nento oyitetayo. Waza wapuma waya entendelezweni; yaza yalila inkuku. Saza isicakakazi simbona kanjako, saqala ukuti kubo abemi kona, Lo ungowakubo. Waza wakanyela kanjako. Emva kwomzuzwana, abemi kona batsho kanjako ku-Petrosi ukuti, Ngokwenene ungomnye wakubo; ngokuba ungum-Galili, nokuteta kwako kuyavumelana nalonto. Waza waqala ukutuka nokufunga, esiti, Andimazi lomntu eniteta ngaye. Yaza inkuku yalila ngokwesibini. Waza u-Petrosi wakumbula ilizwi abelitetile kuye u-Yesu, esiti, Ingekalili kabini inkuku, uyakundikanyela katatu. Waza akucinga oku, walila.

---

## I-'TUESDAY' EYANDULELAYO I-PASIKA.

*Eyencwadana.* Yisaya l. 5.

INKOSI engu-Tixo indivulile indhlebe, andamangala, andabuya ngomva. Ndanika umhlana wam kubabeti, nezidhlele zam kubancotuli boboya: ubuso bam andibufihlelanga ihlazo nokutshicelwa. Ngokuba i-Nkosi engu-Tixo iyakundinceda, ngako oko andisayikuxakeka; ngoko ndimisile ubuso bam bube njengelitye, ndazi ukuba andisayikudaniswa. Lowo ondigwebelayo ukufupi; ngubanina oyakupikisana nam? Masimelane, ngubanina olutshaba kum? makasondele kum. I-Nkosi engu-Tizo iyakundinceda; ngubanina onga-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndigwebayo? Kangela, bonke bayakwalupala njengengubo: inundu liyakubadhla. Kuko banina kuni oyoyikayo i-Nkosi, olivayo ilizwi lesicaka sayo, ohamba ebumnyameni, kungeko ukukanya? makatembele Egameni le-Nkosi, axaswe ngu-Tixo wake. Kangelani nonke nina enipemba umlilo, enizingqonga ngenklantsi: hambani ekukanyeni kwomlilo wenu, nasezinklantsini eniziqumisileyo. Niyakuzuza oku esandhleni sam, ukuba nilale pantsi ngosizi.

*Ivangelana.* Maraki xv. 1.

KWATI kwakusa abapriste abakulu bacebisana nabadala, nababali, nepakati lonke, baza bembopile u-Yesu bemka naye, bamnikela ku-Pilati. Waza u-Pilati wambuza, wati, Ungu-Kumkani waba-Yodi na? Wati ukumpendula, Utsho nawe. Baza abapriste abakula bamnika ityala lento ezininzi: kodwa akapendula nto. Wabuya u-Pilati wambuza esiti, Akupenduli nto na? Kangela ukuba zininzi kwazo izinto bayazinqina ngawe. Kodwa u-Yesu akapendula nto: wada u-Pilati wamangaliswa. Kekaloku emtendelekweni ebebakululela umbanjwa abe mnye, abangamtandayo. Bekuko okutiwa ngu-Barabasi, ekonxiwe, enababebesenza isipitipiti ndawonye naye, besenzile nesibulalo esipitipitini. Saza isihlwele, sidanduluka, saqala ukucela okokuba makenze ngendawo ebefudul' esenza ngayo. Kodwa u-Pilati wabapendula esiti, Nifuna ukuba ndinikululele u-Kumkani waba-Yodi kusinina? Ngokuba ebesazi ukuba aba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

priste abakulu bebemnikele ngenxa yolunya. Kodwa abapriste abakulu baquba abantu ukuba makabakululele u-Barabasi. Wabuya wapendula u-Pilati wati kubo, Nifuna ukuba ndimenze ntonina eniti ngu-Kumkani waba-Yodi? Babuya badanduluka, besiti, Mkuruseshe. Wati u-Pilati kubo, Ngandawo nina? wone ntonina? Kukona badandulukayo besiti, Mkuruseshe. Waza u-Pilati efuna nje ukukolisa isihlwele, wabakululela u-Barabasi, wati akuba ebemtyabule u-Yesu, wamnikela ukuba akuruseshwe. Aza amasodati amrolela endhlwini ekutiwa yi-Pretoriyo; ahlanganisa ibandhla lonke. Amvatisa ngengubo ebomvu, aluka isitsaba sameva, asibeka pezu kwenkloko yake; aqala ukumbulisa esiti, A, Kumkani waba-Yodi. Aza ambeta enkloko ngengcongolo, amtshicela, ati eguqa ngamadolo, ambedesha. Ati, akuba ebemgxekile, amhluba ingubo ebomvu, amambatisa ingubo zake, am*r*olela pandhle aze amkuruseshe. Aza anyanzela umntu ongu-Simone um-Kirene, obedhlula, engumhambi, uyise wo-Alezanda no-Rufusi, ukuba atwale ikuruse yake. Aza amsa e-Gologota, okukuti ngokukunyushwa, indawo yenkankani. Amseza iveyine idityaniswe nemore; kodwa akayamkela. Ati akuba ebemkuruseshile, abelana ngengubo zake, enza amaqashiso pezu kwazo, awokuti bayakuzuza ntonina ngabanye. Ibiyiyure eyesitatu, baza bamkurusesha. Sati isibalo setyala lake sabalelwa pezulu sokuti, UKUMKANI WABA-YODI. Baza bakurusesha ndawonye naye amasela amabini, elinye langa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sekunene kwake, elinye langasekohlo. Saza sazaliseka Isibalo, esiti, Wabalelwa ndawonye nabagqiti. Baza abadhlulayo bamgxeka behlunguzela inkloko, besiti, Au, wena oyicitayo itempile, uyake ngentsuku ntatu, zisindise, uhle ekuruseni: kwanjalo nabapriste abakulu, bemgxeka, bati pakati kwabo ndawonye nababali, Wasindisa abanye, engenakuzisindisa ngokwake. Makati u-Kristu u-Kumkani wo-Sirayeli ehle ngoku ekuruseni, size sibone, sikolwe. Nabebekuruseshiwe ndawonye naye bamtuka. Kwati kwakufika iyure eyesitandatu, kwabako ubumnyama pezu kwomhlaba wonke, kwada kwayiyure eyesitoba. Nangeyure eyesitoba u-Yesu wadanduluka ngelizwi elikulu, esiti, *Eloyi*, *Eloyi*, *lama sabakatani?* okukuti ngokukunyushwa, Tixo wam, Tixo wam, undishiyele nina? Baza inxenye yabemi kona bakuva, bati, Kangelani, ubiza u-Eliyasi. Waza omnye wabaleka wazalisa ikepekepe ngeviniga, walifaka engcongolweni, wamseza esiti, Myekeni; kesibone ukuba u-Eliyasi woka eze na ukuza kumtula. Waza u-Yesu wadanduluka ngelizwi elikulu, wakupa umpefumlo. Saza isikuselo sasetempileni sarazuka kubini siqala pezulu saya kupuma ezantsi. Yaza inkosi yekulu ebimi ngakuye, yakubona ukuba wenjenjalo ukudanduluka, nokukupa umpefumlo, yati, Ngokwenene lomntu ebengu-Nyana ka-Tixo.

---



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# I-'WEDNESDAY' EYANDULELAYO I-PASIKA.

*Incwadana.* Kuba-Hebrewu ix. 16.

APO kuko umyolelo, kuswelekile ukuba kubeko ukufa kwowenzileyo; ngokuba umyolelo unamandhla nxa sebefile abantu *abawenzileyo*; awunamandhla nxa kuseko owenzileyo. Ngenxa yoku umyolelo owokuqala awudalwanga ngapandhle kwegazi: ngokuba u-Mosesi akuba ebeshumayele yonke imiyalelo ebantwini, ngokwomteto, watabata igazi lamatole nelebokwe, ndawonye namanzi noboya obubomvu, nehisope, wafefa incwadi nabantu bonke, esiti, Eli liligazi lomyolelo owuyalelwe kuni ngu-Tixo. Kanjalo wafefa ngegazi kwa intente nazo zonke impahla zobukonzi. Ngokwomteto ke izinto zonke ziyakolis' ukuhlanjululwa ngegazi; akuko ukukululwa ngapandhle kwokupalazwa kwegazi. Bekuswelekile ngoko ukuba imilinganiso yezinto zasezulwini ihlanjululwe njalo; ziti izinto zasezulwini ngokwazo zihlanjululwe ngamadini alungileyo pezu kwawo là. Ngokuba u-Kristu akangenanga ezindaweni ezingcwele ezenziweyo ngezandhla, eziyimiqondiso yezenene zona, kodwa *wangena* ezulwini kanye ukuze abonakale ebusweni buka-Tixo ngenxa yetu; *akangenanga ezulwini,* ukuze azinikele futi, njengokuba umpriste omkulu angenayo endaweni engcwele iminyaka ngeminyaka enegazi elingelilo elake: ngokuba, ukuba bekunjalo, nge'efanel' ukuva ubunziwa futi kwasekusekweni kwomhlaba; kodwa ka-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

loku nje wabonakala kwakanye ekugqityelweni kwomhlaba ukuze atshabalalise isono ngokuzenza idini. Njengokuba kumiselwe abantu ukuba bafe kube kanye, kuti emva kwoko kuze umgwebo: kwanjalo u-Kristu wanikelwa kwakanye ukuze atwale izono zabaninzi; woza abonakale ngokwesibini kubamkangelayo engenasono abasindise.

*Ivangelana.* Luke xxii. 1.

KEKALOKU ke bekusondela umtendeleko wesonka esingenagwele okutiwa yipasika. Baza abapriste abakulu nababali bafuna ukuba bangatinina ukumbulala; ngokuba bebesoyika abantu. Wandula u-Satane wangena ku-Judasi okutiwa ngu-Sikariyoti, engoweshumi elinababini. Waya ke wacebana nabapriste abakulu nenkosana, ukuba angatinina ukumngcatshela kubo. Baza bavuya, bacebana naye ukumnika imali. Wavuma ke, wafuna ituba lokuba amngcatshele kubo, nxa singeko isihlwele. Yafika ke imini yesonka esingenagwele, ebikufanel' ukuxelwa ngayo ipasika. Waza watuma o-Petrosi no-Johane, esiti, Hambani, nisilungisele ipasika, size siyidhle. Bati kuye, Ufuna ukuba sikulungisele pina? Wati kubo, Kangelani, nakungena esixekweni kwohlangana nani umntu epete isitya samanzi; mlandeleni endhlwini esukuba engena kuyo. Noza niti kumninindhlu, Ute u-Mfundisi kuwe, Ipina inkambili yendwendwe endiyakutyela kuyo ipasika ndawonye nabadisipile bam? Woza anibonise inkambili enkulu yapezulu yandhlelwe;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lungisani apo ke. Bemka ke, bafumana njengoko ebebaxelele ngako: balungisa ipasika. Waza, lakufika ixesha, wahlala ekutyeni enabapostile abalishumi elinababini ndawonye naye. Waza wati kubo, Bendinqwenela nokunqwenela ukuba ndidhle lepasika ndawonye nani, ndingekabandezelwa: ngokuba nditi kuni, Andiyikubuya ndidhle kuyo ide izaliseke ebukumkanini buka-Tixo. Waza watabata indebe, wabulela, wati, Kutabateni oku, nabelane ngako: ngokuba nditi kuni, Andisayikusela kwisiqamo somti weveyine, bude bufike ubukumkani buka-Tixo. Waza watabata isonka, wabulela, waqezula, wabanika, esiti, Oku kungumzimba wam owunikelwa nina: kwenzeni oku ngokundikumbula. Wenjenjalo nangendebe nxa sekudhliwe, esiti, Lendebe ilucebano olutsha lwegazi lam elipalazelwa nina. Kodwa isandhla sondingcatshayo sindawonye nam etafileni. Ngokwenene u-Nyana womntu uyahamba ngokummiselweyo; kodwa kwoba nzima kulomntu ayakungcatshwa nguye. Baqala ukubuzisana ukuba angaba ngubanina ozakuyenza lonto. Kwabako nempikisano pakati kwabo, eyokuba nguwupina ongati ngomkulu. Wati kubo, Okumkani babaheyideni bayabapata ngobukosi, bati abongamelayo kutiwa bangabancedi. Kodwa nina aniyikuba njalo: omkulu pakati kwenu makabe njengomncinane; oyinkosi abe njengokonzayo. Ngowupina omkulu, ngohleli ekutyeni, ngokonzayo, kusinina? asingohleli ekutyeni na? mina ndipakati kwenu njengokonzayo. Nina ningabebehleli



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kum ekulingweni kwam. Ndiyanimisela ke ubukumkani, njengokuba u-Bawo endimisele naye; ukuze nidhle nisele etafileni yam ebukumkanini bam, nihlale ezihlalweni zobukosi, nigweba izizwe ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli. Yati i-Nkosi, Simone, Simone, kangela u-Satane uninqwenele ukuze anele njengenqolowa: kodwa ndikutandazele wena, luze ukolo lwako lungasweleki, uze uti wakuguquka, ubomeleze abazalwane bako. Wati kuye, Nkosi, ndingaya nawe nasentolongweni nasekufeni. Wati *u-Yesu*, Ndiyakuxelela, Petrosi, ukuba inkuku ayiyikulila namhla ungekakanyeli katatu ukuba uyandazi. Waza wati kubo, Oko ndanituma ningenasidhla, ningenanxowa, ningenazihlangu, naka naswela luto na? Bati, asaswela luto. Wandula wati kubo, Kodwa kaloku nje onenxowa makayipate, kwa nesidhla sake; nalowo ongenancula, makatengise ngengubo yake ayitenge. Ngokuba nditi kuni, Obekubaliwe kufanel' ukuzaliseka kum, ngokutiwa, wabalelwa ndawonye nabagqiti; ngokuba izinto *ezibaliweyo* ngam zinokuzaliseka. Bati, Nkosi, nantsi incula ezimbini. Wati kubo, Kwanele. Wapuma, wati ngesiko lake, waya entabeni yeminquma, baza abadisipile bake bamlandela. Wati akufika kona, wati kubo, Tandazani okokuba ningangeni ekuhendweni. Waza washenxa kubo umgama ongangowokugityiselwa kwelitye, waguqa ngamadolo, watandaza, esiti, Bawo, ukuba uyavuma, yisuse kum lendebe: kodwa noko makungenziwe ngentando yam, makube ngeyako. Kwabonakala kuye nengelosi yase-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

zulwini, imomeleza. Wati enobuhlungu obunzima waqinisa ngakumbi ukutandaza; nokubila kwake kwangati ngamatontsi egazi esiwa emhlabeni. Wati akuvuka ekutandazeni weza kubadisipile bake wabafumana belele ngosizi, wati kubo, yinina ukuba nilale? vukani nitandaze, hleze ningene ekuhendweni. Kwati esateta, nasi isihlwele, nalowo obekutiwa ngu-Judasi, engoweshumi elinababini, ehamba pambi kwaso, wasondela ku-Yesu ukuze amange. Kuloko u-Yesu wati kuye, Judasi, u-Nyana womntu uyamngcatsha ngokwanga na? Baza abengakuye bakubona into ebiyakubako, bati, Nkosi, sibete ngencula na? Waza omnye wakubo wabeta isicaka sompriste omkulu, wasinqumla indhlebe yasekunene. Wapendula u-Yesu wati, Kaniyeke. Waza wasicukumisa indhlebe, wasipilisa. Waza u-Yesu wati kubapriste abakulu, nakubapati betempile, nakubadala abebezile kuye, Nipume njengokungati nize kubamba isela na, nipete incula nenduku? Oko bendinani imihla ngemihla etempileni, anazolula izandhla zenu ngakum: kodwa eli lixesha lenu, namandhla obumnyama. Baza bambamba, bamʀola, bamsa endhlwini yompriste omkulu: waza u-Petrosi walandela ekude. Kwati, bakuba bebasile umlilo pakati endhlwini, behleli pantsi ndawonye, wahlala pantsi no-Petrosi pakati kwabo. Kodwa wabonwa sisicakazana esitile ehleli ngasemlilweni, esamjonga, sati, Nalomntu ebenaye. Waza wamkanyela, esiti, Mfazindini, andimazi. Emva kwexeshana wabonwa ngomnye, owati, Ungowakubo nawe. Wati u-Petrosi, Mntu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndini, andingowakubo. Kwati nxa ibingati iyure inye emva kwoko, wati omnye ngokuqinileyo, Ngokwenene nalomntu ebenaye; ngokuba ungum-Galili yena. Wati u-Petrosi, Mntundini, Andiyazi into oyitetayo. Kwati kwa ngoko, esateta, yalila inkuku. Yaza i-Nkosi yajika, yakangela ku-Petrosi; waza u-Petrosi wakumbula ilizwi le-Nkosi, lokuba ibitshilo kuye, ukuti, Ingekalili inkuku, uyakundikanyela katatu. Wapuma ke u-Petrosi, walila kakubi. Aza amadoda abebebamba u-Yesu, amgxeka, ambeta. Aza agubungela amehlo ake, ambeta ebusweni, ambuza esiti, Profitesha, ubetwe nguwupina? Nezinye izinto ezininzi ateta ngakuye ngokumgxeka. Kwati kwakusa, abadala babantu, nabapriste abakulu, nababali, bahlangana, bamrolela enklanganisweni yabo, besiti, Ungu-Kristu na? sixelele. Wati kubo, Ukuba ndiyanixelela, aniyikukolwa: ukuba ndiyanibuza, aniyikundipendula, aniyikundikulula. Emva kwoku u-Nyana womntu woza ahlale ngasekunene kwamandhla ka-Tixo. Bandul' ukuti bonke, Ungu-Nyana ka-Tixo na ke? Wati kubo, Nitsho nani ukuba ndinguye. Bati, Sisaswela isingqino sentonina? simvile nati kwasemlonyeni wake nje.

---

## I-'THURSDAY' EYANDULELAYO I-PASIKA.

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte xi. 17.

LENTO endixela kuni, andinincomi ngayo, yokokuba anihlanganeli okulungileyo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kodwa okukohlakeleyo. Ngokuba ekuqaleni, nakuhlangana ekerikeni, ndiyeva kusitwa kuko impambano pakati kwenu, nditi ndiyakolwa ngenxenye ukuba kunjalo. Ngokuba beziyakubako kade izahlukano pakati kwenu ukuze abaqinileyo elukolweni babonakale pakati kwenu. Niti nakuhlangana ndaweninye *anihlanganeli* ukudhla umtendeleko we-Nkosi: ngokuba nxa kudhliwayo bonke bayapangelana ngokutabata ukudhla kwabo ngabanye; ati omnye alambe, ati omnye anxile. Kuyinina, aninazindhlu zokutyela nokusela kuzo na? Niyayidela na ikerike ka-Tixo, nihlazise abangenazo na? Ndotinina kuni? Ndonincoma ngenxa yoku na? Andinincomi. Ngokuba ndazuza e-Nkosini oko endabuya ndakunikela kuni, okokuba i-Nkosi u-Yesu, ngobobusuku ebengcatshwe ngabo, watabata isonka; wati, akuba ebebulele, wasiqezula, wati, Tabatani nidhle, oku kungumzimba wam oqezulelwe nina: kwenzeni oku ngokundikumbula. Wati ngokunjalo watabata indebe, akuba ebedhlile, esiti, Lendebe ilucebano olutsha egazini lam: kwenzeni oku, nxa nisukuba niyiselayo, ngokundikumbula. Ngokuba ngawo onke amaxesha enidhla ngawo esisonka, nisele nalendebe, niyabonakalisa ukufa kwe-Nkosi ide ifike yona. Ngoko osukuba uyakusidhla esisonka, asele kulendebe ye-Nkosi ngokungafanelekileyo, uyakuba netyala lomzimba negazi le-Nkosi. Kodwa umntu makazibencise, aze adhle kwesosonka, asele kulondebe. Ngokuba odhlayo noselayo ngokungafanelekileyo uyazidhlela aziselele ukugwetywa, engawuqiqi nje umzimba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

we-Nkosi. Ngenxa yoku baninzi abayimilwelwe pakati kwenu nabanemikuhlane, kuko nabaleleyo. Ukuba besiziqondile, ngesingagwetywanga. Kodwa sakugwetywa njalo nje, siyohlwaywa yi-Nkosi, size singagwetywa ndawonye nomhlaba. Manize niti ngoko, bazalwane bam, nakuhlangana kuze kudhliwe, nilindelane. Kodwa ukuba kuk' olambileyo, makadhle ekaya, nize ningahlanganeli ukugwetywa kwenu. Nokuseleyo ndokulungisa ndakufika.

*Ivangelana.* Luke xxiii. 1.

SESUKA isihlwele sonke, samsa ku-Pilati. Baza baqala ukumtyola, besiti, Safumana lomntu edungudelisa isizwe, ebalela ukuba banikele ukuqola ku-Kesare, esiti ukuba yena ngokwake ungu-Kristu u-Kumkani. Wambuza u-Pilati, esiti, Ungu-Kumkani wabaYodi na? Wampendula ngokuti, Utsho nawe. Wati u-Pilati kubapriste abakulu nasebantwini, Andifumani tyala kulomntu. Kukona baqinisayo ngokuti, Uvusa abantu, efundisa kuyo yonke i-Judeya, eqala e-Galili, wada waza kufika apa. U-Pilati akuva *kukankanywa* i-Galili, wabuza ukuba lomntu ungum-Galili, kusinina? Wati akuva ukuba ungowakwa-Herode, wamtumela ku-Herode, owayeko e-Yerusaleme naye oko. Wati u-Herode akumbona u-Yesu, wavuya kakulu; ngokuba kade engxamel' ukumbona, evile nje into ezininzi ngaye; enetemba lokuba angabona umangaliso usenziwa nguye. Wambuza ke ngamazwi amaninzi; koko akampendula nto.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Bema ke abapriste abakulu nababali bamtyola ngomsindo. Baza o-Herode namasodati ake bamdela, bamgxeka, bamambatisa isivato esikazimlayo, bambuyisela ku-Pilati. Bati ngalomini o-Pilati no-Herode baxolelana; bebete nje ngapambili bazintshaba omnye kwomnye. U-Pilati, akuba ebehlanganisile abapriste abakulu, nabapati, nabantu, wati kubo, Lomntu nimzisile kum njengokungati ngodungudelisa abantu: kekaloku ke ndimbuzile nje pambi kwenu, andafumana tyala kuye lezonto enimtyola ngazo: kwa no-Herode, ngokuba bendinitumele kuye, kekaloku ke akuko nto eyenziwe nguye efanelwe kukufa. Ndoza ndimtyabule ke, ndimkulule. Ngokuba ebefanel' ukubakululela abe mnye ngexesha lomtendeleko. Badanduluka kunye bonke, besiti, Msuse lomntu, usikululele u-Barabasi: (owayetiwe ngenxa yesipitipiti ebesenziwe esixekweni nangenxa yombulalo waposelwa entolongweni.) Wabuya u-Pilati wateta kubo, efun' ukumkulula u-Yesu. Koko badandulukayo, besiti, Mkuruseshe, mkuruseshe. Wati kubo ngokwesitatu, Ngandawo nina, wone ntonina? andifumene tyala kuye lokuba afe: ndoza ndimtyabule ke, ndimkulule. Kukona bangxamelayo ngamazwi amakulu, bebanga ukuba makakuruseshwe: aza amazwi abo nawabapriste abakulu oyisa. Wati u-Pilati wagweba okokuba makube njengokuba befuna ngako. Waza wabakululela lowo owatiwa ngenxa yesipitipiti nombulalo waposelwa entolongweni, abebembangile; wamnikela u-Yesu ekutandeni kwabo. Baza bem*r*ola nje, ba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbamba umntu ongu-Simone um-Kirene, engumhambi, babeka ikuruse pezu kwake, ukuba ayitwale emva kwo-Yesu. Kwamlandela isihlwele esikulu sabantu, nesabafazi, abamlilelayo besenza isijwili. Kodwa u-Yesu ebeka kubo, wati, Zintombi zakwa-Yerusaleme, ningandilileli, kodwa zilileleni ngokwenu nabantwana benu. Ngokuba imihla iyeza ekuyakutiwa ngayo, Banetamsanqa abazindhlolo, nezizalo ezingazanga zizale, namabele angazanga anyise. Bandule baqale ukuti ezintabeni, Siweleni; nasezindulini, Sifihleni. Ngokuba ukuba ezizinto zenziwa emtini oluhlaza, kuyakwenziwa ntonina kwowomileyo? Bekuko nabanye ababini, abenzi benkohlakalo, berolelwa ukukuruseshwa ndawonye naye. Bati bakufika endaweni ekutiwa yi-Kalavari, bamkuruseshela kona; nabenzi benkohlakalo, omnye ngasekunene kwake, omnye ngasekohlo. Waza wati u-Yesu, Bawo, baxolele, ngokuba abayazi into bayenzayo. Baza babelana ngengubo zake, benza amaqashiso. Bema abantu bebonela, kwa nabapati ndawonye nabo bamgxeka besiti, Wasindisa abanye; makazisindise naye, ukuba ungu-Kristu umnyulwa ka-Tixo. Aza amasodati amgxeka nawo, esiza kuye, emnika ivinigа, esiti, Ukuba ungu-Kumkani waba-Yodi, zisindise. Sabalwa pezu kwake nesibalo ngamagama ama-Girike, nawama-Roma, nawaba-Hebrewu, sokuti, LO UNGUKUMKANI WABA-YODI. Waza omnye wabenzi benkohlakalo abebexonyiwe wamgxeka, esiti, Ukuba ungu-Kristu, zisindise, nati. Wapendula omnye wamtetisa, esiti, U-Tixo akumoyiki



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

na? ukwokukugwetywa nawe nje? Tina kambe ngokufanelekileyo; siwamkela nje umvuzo ofanel' izono zetu, kodwa lomntu akwonanga nto. Waza wati ku-Yesu, Nkosi, ndikumbule wakufika ebukumkanini bako. Wati u-Yesu kuye, Ngokwenene nditi kuwe, Namhlanje uyakuba nam eparadisi. Bekungati kuyiyure eyesitandatu: kwabako ubumnyama kulo lonke ilizwe kwada kwaba yiyure eyesitoba. Lati ilanga lenziwa laba mnyama, nesikuselo sasetempileni sarazuka pakati. Waza u-Yesu akuba ebedandulukile ngelizwi elikulu, wati, Bawo ezandhleni zako ndiyawunikela umpefumlo wam: wati, akuba ebetshilo, wakupa umpefumlo. Kekaloku inkosi yekulu ibona nje into eyenziweyo, yamdumisa u-Tixo, isiti, Ngokwenene lomntu ebengolungileyo. Baza abantu bonke abebehlangene ukubonela oko, bakubona izinto ezenziweyo, babeta ezifubeni zabo, babuya. Baza bonke abamaziyo, nabafazi abebemlandele bevela e-Galili, bema bekude, bebonela ezizinto.

---

## UMHLA WOKUFA KUKA-KRISTU.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, siyakutandaza okokuba maukangele ngofefe aba abalusapo lwako, ewati ngenxa yabo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu wangcatshwa, wanikelwa ezandhleni zabantu abakohlakeleyo, weva ukufa ekuruseni, ohlalayo epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

TIXO onamandhla onke ongunapakade, ekuti ngu-Moya wako wonke umzimba we-Kerike upatwe ungcwaliswe ; Yamkela izikungo nemitandazo yetu, esiyinikela pambi kwako ngenxa yazo zonke inklobo zabantu ezise-Kerikeni yako engcwele, okokuba bonke abantu abakuyo mabati ezindaweni zabo nasemisebenzini yabo, bakukonze ngokweneue nangokulungileyo ; ngayo i-Nkosi no-Msindisi wetu ongu-Yesu Kristu. *Amen.*

TIXO onota*r*u, obadalileyo abantu bonke, ongatiyiyo nanye into oyenzileyo, nongafuniyo ukufa kwomoni, kodwa ofun' ukuba aguquke apile ; Yiba nota*r*u pezu kwabo bonke aba-Yodi, nama-Mahomete, nabangakolwayo, nabalandel' imfundiso zobuxoki, ususe kubo bonke ubudenge, nobulukuni benkliziyo, nokudela ilizwi lako ; uz' uti, Nkosi yamatamsanqa, wenjenjalo ukubagodusela emhlambini wako, ukuze basindiswe ndawonye nesisalela saba-Sirayeli abenene, baze benziwe babe ngumhlambi omnye ngapantsi kwo-Malusi emnye, ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* Kuba-Hebrewu x. 1.

UMTETO *ka-Mosesi* unaso nje isitunzi sezinto ezilungileyo ezizakubako, ungenawo umfanekiso wezonto, awungete ngalomadini bebehlala benikela ngawo iminyaka ngeminyaka ubenze abezayo kuwo ukuba balunge kanye : ngokuba, ukuba bekunjalo, ngekungayekwa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nga na ukunikelwa? ngenxa yokuba ababedeshi sebehlanjululwe kwakanye nje, bebengasayikuba nasazelo sezono. Kodwa kulomadini kukunjulwa izono iminyaka ngeminyaka. Ngokuba akungenzeki okokuba igazi lenkunzi nelebokwe lisuse izono. Ngoko ngokuza kwake emhlabeni uti, Amadini, neminikelo, ubungatandanga, kodwa umzimba uwulungisele mina. Iminikelo, namadini awesono, ubungawatandanga. Ndaza ndati, Kangela, ndiyeza (emqulwini wencwadi kubaliwe ngam) ndize kuyenza intando yako, Tixo. Ngapambili akutsho ukuti, Amadini, neminikelo, neminikelo yokutshiswa, neyesono, ubungayivumanga, ungayitandanga yona, eyinikelweyo ngokwomteto: Wandula wati, Kangela, ndize kuyenza intando yako, Tixo. Uyasusa okwokuqala, ukuze amise okwesibini. Esiti tina ngayo lontando singcwaliswe, ngokunikelwa kwomzimba ka-Yesu Kristu kwakanye ngenxa yabo bonke. Nabo bonke abapriste bayema bekonza imihla ngemihla, benikela futi lomadini ekungeko amandhla kuwo okususa izono. Kodwa lo, akuba ebenikele idini lalinye ngenxa yezono, wahlala pantsi ngasekunene kwo-Tixo kude kube ngunapakade, elinda zide intshaba zake zenziwe zibe sisitulo senyawo zake. Ngokuba ngomnikelo wamnye wabenza abangcwalisiweyo ukuba balunge kanye kude kube ngunapakade: No-Moya Oyingcwele uyasinqinela ngoku: ngokuba etshilo nje ngapambili ukuti, Olu lucebano endiyakulwenza nabo emva kwalomihla, itsho i-Nkosi, ndiyakubeka imiteto yam ezinkliziyweni zabo, ndiyi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bale pezu kwengqondo zabo; nditi izono nenkohlakalo zabo ndingabisazikumbula. Kekaloku apo kuko ukuxolelwa kwezi, akuseko umnikelo wesono. Ngako oko, bazalwane. sinetemba eliqinileyo nje lokungena endaweni eyingcwele kuzo zonke ngalo igazi lika-Yesu, ngendhlela entsha nepilileyo, esiyisikelelweyo nguye, ngaso isikuselo *setempile*, okukuti, ngomzimba wake; sinaye nje um-Priste omkulu opezu kwendhlu ka-Tixo: masisondele ngenkliziyo eyinene, siqinisekile enkolweni, sinenkliziyo ezihlanjululweyo kuso isazelo senkohlakalo, nemizimba yetu ihlanjwe ngamanzi amhlope. Masigcine isivumo sokolo lwetu ngokungatandabuzi; (ngokuba enyanisekile lowo otembisileyo;) sikangelane, size sivusane utando, nemisebenzi elungileyo; singayeki ukuzihlanganisana kwetu, ngokwesiko lenxenye; siyalane: senze ngakumbi, njengokuba sibona imini isondela.

*Ivangelana.* Johane xix. 1.

WAZA u-Pilati wamtabata u-Yesu wamtyabula. Aza amasodati aluka isitsaba sameva, asibeka pezu kwenkloko yake, amambatisa ingubo ebomvu, ati, A, Kumkani waba-Yodi: aza ambeta ngezandhla zawo. Wabuya u-Pilati wapuma, wati kubo, Kangelani, ndiyamkupela kuni, nize nazi ukuba andifumani tyala kuye. Wandula u-Yesu wapuma, etwele isitsaba sameva nengubo ebomvu. Wati kubo u-Pilati, Mkangeleni umntu! Baza adapriste abakulu nenkosana, bakumbona, badanduluka besiti, Mkuruseshe, mkuruseshe.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Wati kubo u-Pilati, Mtabateni nina, nimkuruseshe: ngokuba mina andifumani tyala kuye. Bampendula aba-Yodi, bati, Sinomteto tina, nangomteto wetu ufanel' ukufa, ngokuba ezenze u-Nyana ka-Tixo. U-Pilati akuva elozwi, woyika ngakumbi: wabuya wangena endhlwini yamatyala, wati ku-Yesu, Ungowapina? Kodwa u-Yesu akampendula nto. Wandul' ukuti kuye u-Pilati, Akuteti kumi na? Akwazi na ukuba ndinamandhla okukukurusesha, nawokukukukulula? Wapendula u-Yesu, esiti, Ubungasayikuba namandhla okundenza nto, ukuba ubungawapiwanga wona ngongapezulu: ngenxa yoku ondingcatsheleyo kuwe unesono esikulu ngakumbi. Emva kwoko u-Pilati wafuna ukumkulula: kodwa aba-Yodi badanduluka, besiti, Ukuba uyamkulula lomntu akusisihlobo sika-Kesare: osukuba ezenza ukumkani uyamangala no-Kesare. U-Pilati akuva elozwi, wamkupela pandhle u-Yesu, waza wahlala esihlalweni somgwebo endaweni ekutiwa, Libala lamatye, kodwa ngokwaba-Hebrewu, yi-Gabata. Kwaza kwayimini yokulungisa ipasika, kungati yiyure eyesitandatu: wati kuba-Yodi, Nanku u-Kumkani wenu! Badanduluka besiti, Msuse, msuse, mkuruseshe. Wati kubo u-Pilate, Ndimkuruseshe u-Kumkani wenu? Bati abapriste abakulu ukupendula, Asinakumkani ngapandhle kwo-Kesare. Wandula ukumnikela kubo aze akuruseshwe: baza bamtabata u-Yesu, bemka naye. Wati yena, etwele ikuruse yake, waya endaweni ekutiwa yindawo yenkankani, ekutiwa ngokwaba-Hebrewu, yi-Golo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

gota : apo bamkuruseshela kona, nabanye ababini bendawonye naye, emacaleni omabini, u-Yesu epakati kwabo. Waza u-Pilati wabala isibalo, wasibeka ekuruseni ; esibalwe ngokutiwa, U-YESU WASE-NAZARETE UKUMKANI WABA-YODI. Esisibalo ke besileseshwa ngaba-Yodi abaninzi, ngokuba indawo apo u-Yesu wayekuruseshelwe kuyo ibikufupi esixekweni : besibaliwe ngokwaba-Hebrewu, nangokwama-Girike, nangokwama-Roma. Bati ke abapriste abakulu baba-Yodi ku-Pilati, Zungabali ukuti, Ngu-Kumkani waba-Yodi ; kodwa *bala ukuti*, Ute, Ndingu-Kumkani waba-Yodi. Wapendula u-Pilati esiti, Oko endikubalileyo, ndikubalile. Aza amasodati akuba ebemkuruseshile u-Yesu, atabata izivato zake, enza izahlulo ezine, babe nesinye ngabanye ; *bayitabata* nengubo yake : kekaloku longubo ibingenamtungo, ilukiwe pezulu kwada kwasezantsi. Bati ngoko omnye kwomnye, Masingayi*r*azuli, masenze amaqashiso ngayo, okokuba iyakuba yekabanina : ukuze Isibalo sizaliseke esiti, Babelana ngezivato zam, benza amaqashiso ngengubo yam. Ezizinto ke zenziwa ngamasodati. Kekaloku bekumi ngasekuruseni ka-Yesu, unina wake nodade bonina, no-Mariya umfazi ka-Kleyopasi, no-Mariya wase-Magadala. U-Yesu kaloku akumbona unina wake, nomdisipile obemtanda emi kona, wati kunina, Mfazi, nanku unyana wako. Wati kulomdisipile, Nanku unyoko. Wati kwa ngeloxesha lomdisipile wamsa endhlwini yake. Emva kwoko u-Yesu esazi ukuba zonke izinto bezisezizalisekile,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukuze Isibalo sizaliseke, wati, Ndinxaniwe. Kekaloku bekuko isitya sizele yiviniga: bazalisa ikepekepe ngeviniga, balibeka pezu kwehisope, balisa emlonyeni wake. U-Yesu akuba ebeyamkele iviniga wati, Kugqityiwe: waza watoba inkloko, wakupa umpefumlo. Bati aba-Yodi, ngokuba ibiyimini yokulungisa, ize imizimba ingahlali ekuruseni ngemini yesabata, (ngokuba isabata leyo ibiyimini enkulu,) bacela ku-Pilati okokuba mayapulwe imilenze yabo, batulwe. Afika amasodati, apula imilenze yowokuqala, neyomnye obekuruseshiwe ndawonye naye. Aza akufika ku-Yesu, akumbona ukuba ebesel' efile, akayapula imilenze yake. Kodwa elinye kumasodati lahlaba icala lake ngomkonto, kwaza kwapuma kulo igazi ndawonye namanzi. Nalowo okubonileyo unqinile, nokunqina kwake kuyinyaniso: uyazi naye ukuba uteta inyaniso nize nikolwe. Ngokuba ezizinto bezenziwe size sizaliseke Isibalo, sokuti, Akuyikwapulwa nalinye itambo lake. Kanjako esinye Isibalo siti, Bayakumkangela lowo bamhlabileyo.

---

## IMINI EYANDULELAYO I-PASIKA.

*Intandazwana.*

YENZA, Nkosi, ukuba, njengokuba sibatizeshelwe ekufeni kwo-Nyana wako ongu-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, siti ngokuzoyisa zonke inkanuko zetu ezikohlakeleyo, singcwatywe ndawonye naye; size sipumele engcwabeni nasesangweni lokufa, singene ekuvukeni



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

okunenyweba; ngenxa yemfanelo zake owafayo, wangcwatywa, wabuya wavuka ngenxa yetu, ongu-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Ka-Petrosi iii. 17.

KULUNGILE ukuba kuyintando ka-Tixo, okokuba nive ubunzima ngenxa yobulungisa pezu kwokokuba *nive ubunzima* ngenxa yenkohlakalo. Ngokuba u-Kristu naye weva ubunzima kwakanye ngenxa yezono, olungileyo ngenxa yabangalungileyo, ukuze asise ku-Tixo, ebulewe enyameni, kodwa evusiwe ngo-Moya *ka-Tixo.* Ekungaye wayakushumayeza omoya abebevalelwe; abebete ngexesha langapambili bebengeva, okuya unyamezelo luka-Tixo beluhleli ngemihla ka-Nowa, nxa ibisalungiswa inqanawa, ekungayo kwasindiswa ngamanzi imipefumlo emincinane, okukuti, yasibozo. Into efana nalomzekeliso, kwa ubatizesho, iyasisindisa kalokunje nati (kungekukususwa kwokuncola kwenyama, kuyimpendulo yesazelo esingenatyala ku-Tixo,) ngako ukuvuka kuka-Yesu Kristu, ongasekunene kwo-Tixo, eyile ezulwini, ekubekiwe pantsi kwake ingelosi nabanobukosi namandhla.

*Ivangelana.* Mateyu xxvii. 57.

KWATI kwakufika ukuhlwa, weza umntu osisityebi owase-Arimate, ogama belingu-Josefe, owayengumdisipile ka-Yesu naye. Waya ku-Pilati wacela umzimba ka-Yesu. Waza u-Pilati wayaleza ukuba mawunikelwe kuye.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Waza u-Josefe akuba ebetabatile umzimba, wawusongela eqiyeni emhlope, wawubeka engcwabeni lake elitsha elibe limbelwe elulwalweni; waqengqa ilitye elikulu, walisa emlonyeni wengcwaba, wemka ke. Babeko o-Mariya wase-Magadala, nomnye u-Mariya, behleli ngasengcwabeni. Kekaloku ke ngemini ebilandela imini yokulungisa, abapriste abakulu nabafarisi babutela ku-Pilati, bati, Nkosi, siyakumbula ukuba lomkohlisi wati, esahleli, Emva kwentsuku ntatu ndobuya ndivuke. Yaleza ngoko ukuba maligcinwe ingcwaba ide ibeko imini eyesitatu, hleze abadisipile bake beze ebusuku, bamhlasele, bati ebantwini, uvukile kwabafileyo: size isikohliso sokugqibela sibe sibi kwesokuqala. Wati kubo u-Pilati, Ninabalindi, hambani, niliqinise ngokwazi kwenu. Bemka ke, baliqinisa ingcwaba, ngokuncamatisela ilitye, nangokubeka abalindi.

## IMINI YOKUVUKA KWE-NKOSI, EKUTIWA EYE-PASIKA.

¶ *Ngombedesho wakusasa, endaweni yeculo lokuti*, Yizani masiculele e-Nkosini, *kwovunywa umhlaimbi kutetwe ezindawo.*

U-KRISTU oyipasika yetu ubingelwe tina: ngoko masiwenze umtendeleko;

Kungabi ngegwele elidala, ngegwele lolunya nelenkohlakalo: kodwa kube ngezonka ezingenagwele zobungcwele nezenyaniso. 1 *Kuma-Korinte* v. 7.

U-KRISTU evusiwe nje kwabafileyo akasafi: ukufa akusenabukosi pezu kwake.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ngokuba ewaka wafa nje, wafela isono kwakanye: kodwa ehleli nje, uhlalele ku-Tixo.

Kwanjalo nina zibaleleni ngokungati nifile kanye ngokwesono : kanti nihleli ku-Tixo ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Kuma-Roma* vi. 9.

U-KRISTU uvukile kwabafileyo : waba lulibo lwabaleleyo.

Ngokuba, njengokuba kweza ukufa ngomntu : kwangomntu kweza nokuvuka kwabafileyo.

Ngokuba, njengokuba besifa bonke ngo-Adame : kwanjalo bayakupiliswa bonke ngo-Kristu. 1 *Kuma-Korinte* xv. 20.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owati ngaye u-Nyana wako ozelweyo emnye ongu Yesu Kristu, wakweyisa ukufa, wasivulela isango lobomi obungunapakake ; Siyakutandaza ngokululamileyo, njengokuba ngofefe lwako olusikokelayo uyangenisa ezinkliziyweni zetu inkanuko ezilungileyo, ukuba masizifeze ngokusinceda kwako ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Incwadana.* Kuma-Kolose iii. 1.

UKUBA kaloku nivukile no-Kristu, funani ezonto zangapezulu, apo ehleli kona u-Kristu ngasekunene kwo-Tixo. Nyamekelani izinto zangapezulu, kungabi izinto zasemhlabeni: Ngokuba nifile, nobomi benu bufihliwe no-Kristu ku-Tixo. Akuti u-Kristu, obubomi betu, abonakale, nobonakala nani ninaye ebungcwaliseni *bake.* Yoyisani kaloku amalungu enu asemhlabeni, awokuti, umbulo, ubuncola, u*r*alelo, inkumbulo ezimbi, nonqweno, olukukubedesha izitixo. Ekungenxa yezizinto kuza umsindo ka-Tixo pezu kwosapo olungevayo. Eniti naka nahamba ngazo oko benisahleli kuzo.

*Ivangelana.* Johane xx. 1.

NGOMHLA wokuqala wevike, kwakusasa, kusemnyama, kweza u-Mariya wase-Magadala engcwabeni, wabona ilitye lisusiwe engcwabeni. Wandul' ukubaleka weza ku-Simone Petrosi, nakomnye umdisipile obetandwa ngu-Yesu, wati kubo, Bayisusile i-Nkosi engcwabeni, singayazi apo bayibekele kona. Wapuma ke u-Petrosi nomnye umdisipile lowo, baya engcwabeni. Babaleka bobabini ; wati omnye umdisipile wamshiya u-Petrosi, wafika kuqala engcwabeni : wati yena etoba, ekangela ngapakati, wabona iqiya zihleli ; akangena kodwa. Wandul' ukufika u-Simone Petrosi emlandela, wangena ke engcwabeni, wabona iqiya zihleli, neqiya ebisenkloko yake, ingeko kwezinye iqiya, kodwa isongiwe endaweni iyo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

dwa. Wandul' ukungena omnye umdisipile lowo, owaqala wafika engcwabeni, wabona ke wakolwa. Ngokuba bebengekasazi Isibalo, esokuba ebeyakubuya avuke kwabafileyo. Baza bemka abadisipile baya kowabo.

---

## I-'MONDAY' ELANDELA I-PASIKA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owati ngaye u-Nyana wako ozelweyo emnye ongu-Yesu Kristu, wakweyisa ukufa, wasivulela isango lobomi obungunapakade; Siyakutandaza ngokululamileyo, njengokuba ngofefe lwako olusikokelayo uyangenisa ezinkliziyweni zetu inkanuko ezilungileyo, ukuba masizifeze ngokusinceda kwako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli epet'ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo x. 34.

U-PETROSI wavula umlomo wake, wati, Ngokwenene ndiyaqonda ukuba u-Tixo akangokatalela iziqu zabantu; kodwa kuzo zonke izizwe, omoyikayo nowenza ubulungisa, uyamkelwa nguye. Ilizwi elatunyelwa ngu-Tixo elusatsheni lakwa-Sirayeli, eshumayela uxolo ngo-Yesu Kristu; (oyi-Nkosi yabantu bonke;) elolizwi (nditi) niyalazi, elashunyayelwa kuyo yonke i-Judeya, liqala e-Galili, emva kwobatizesho olube lushunyayelwe ngu-Johane: lokokuba u-Tixo wamtambisa u-Yesu



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wase-Nazarete ngo-Moya Oyingcwele, nangamandhla; owahambahamba, enceda epilisa bonke abebandezelwe ngu-Satane: ngokuba u-Tixo ebenaye. Nati singamangqina ezinto zonke ebezenzwa nguye, nasemhlabeni waba-Yodi nase-Yerusaleme: abamti bona, bambulala bamxoma emtini. Yena ke u-Tixo wamvusa ngomhla wesitatu, wambonakălisa ekuhleni; kungekubo bonke abantu, kodwa kumangqina anyuliweyo ngapambili ngu-Tixo, kwa kuti, esiti tina sadhla sasela ndawonye naye emva kwokuvuka kwake kwabafileyo. Waza wasiyaleza ukuba masishumayele ebantwini, sinqine, ukuba nguye lo owamiselwa ngu-Tixo abe ngu-Mgwebi wabahleliyo nabafileyo. Bonke abaprofite bayanqina ngaye, okokuba ngalo Igama lake osukuba ekolwa nguye wozuza ukukululwa kwezono.

*Ivangelana.* Luke xxiv. 13.

KEKALOKU ababini kubadisipile bake baya ngalomini emzini okutiwa yi-Emawusi, omgama ungati uyimilinganiso emashumi matandatu e-Yerusaleme. Baza bateta ngazo zonke ezozinto ebezihlile. Kwati besateta bebuzisana, wasondela u-Yesu wahamba nabo. Kodwa amehlo abo ebetintelwe ukuze bangamazi. Wati kubo, Ngawentonina lamazwi enibuzisana ngawo, nihamba nilusizi nje. Wapendula omnye wakubo, ogama belingu-Kleyopasi, wati kuye, Ungumhambi kodwa e-Yerusaleme, awazazi na ezinto ezihlileyo kona kwa ngezintsuku? Wati kubo, Into zinina? Bati kuye, Ezingaye u-Yesu wase-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nazarete, owayengumprofite enamandhla ekusebenzeni nasekuteteni pambi kwo-Tixo nabantu bonke: abamti abapriste abakulu nabapati betu bamnikela ukuba agwetyelwe ekufeni, baza bamkurusesha. Tina ke besitemba ukuba bekunguye lo obeyakubakulula o-Sirayeli: nangapandhle koku konke, kusentsuku ntatu namhla zenziwe ezizinto. Kekaloku kwa nabafazi abatile abakuti basimangalisa, abebeko kusasa engcwabeni; bati, bengawufumananga nje umzimba wake, beza besiti ukuba babone umboniso wengelosi ezite uhleli. Baza abatile abakuti baya engcwabeni; bafumana kunjengoko abafazi bebetshilo ngako; kodwa abambona yena. Wandul' ukuti kubo, Zidenge, nabankliziyo ezinqena ukukolwa zizinto zonke ebezitetwe ngabaprofite; u-Kristu ebengafanele na ukuziva ezizinto nokungena ebungcwaliseni bake? Wati eqala ku-Mosesi nakubaprofite bonke, wabaqondisa izinto ezitetwe ngaye kuzo zonke Izibalo. Baza basondela emzini ebebesiya kuwo; wangati ebeza kudhlula: koko bamalelayo besiti, Hlala nati, sekuzakuhlwa nje, nemini ise izakupela. Waza wangena wahlala nabo. Kwati esahleli ekutyeni ndawonye nabo, watabata isonka, wasitamsanqelisa, waqezula, wabanika. Aza amehlo abo avuleka, bamazi ke, wemka ekuboneni kwabo. Bati omnye kwomnye, Inkliziyo zetu bezingavuti pakati kwetu na, oko ebesateta nati endhleleni esityilela Izibalo? Besuka kwa ngeloxesha babuyela e-Yerusaleme, bafumana abalishumi elinamnye bebutene ndawonye, nabebenabo, besiti, I-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nkosi ivukile ngokwenene, yabonakala ku-Simone. Baza babalisela izinto ebezenziwe endhleleni, nokwaziswa kwake kubo ekuqezuleni isonka.

---

## I-'TUESDAY' ELANDELA I-PASIKA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owati ngaye u-Nyana wako ozelweyo emnye ongu-Yesu Kristu, wakweyisa ukufa, wasivulela isango lobomi obungunapakade ; Siyakutandaza ngokululamileyo, njengokuba ngofefe lwako olusikokelayo uyangenisa ezinkliziyweni zetu inkanuko ezilungileyo, ukuba masizifeze ngokusinceda kwako ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleli epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo xiii. 26.

MADODA nabazalwane, bantwana bohlanga luka-Abrahame, nabo bonke abapakati kwenu abamoyikayo u-Tixo, ilizwi lolusindiso litunyelwe kuni. Ngokuba abemi e-Yerusaleme nabapati babo, bengamazanga yena namazwi abaprofite aleseshwayo zonke imini zesabata, bawazalisile ngokumgweba. Bati noko bengafumananga tuba lokufa kuye, bacela ku-Pilati ukuba makabulawe. Bakuba bebezalisile konke obekubaliwe ngaye, bamtula emtini, bambeka engcwabeni. Kodwa u-Tixo wamvusa kwabafileyo : waza wantsuku ezininzi



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ebonwa ngabebenyukele e-Yerusaleme bevela naye e-Galili, abangamangqina ake ebantwini. Nati siyanishumayeza indaba zovuyo, ekokuba isitembiso ebesenziwe kobawo, u-Tixo usizalisile sona kuti bantwana babo, ekokubeni wamvusa u-Yesu, njengokuba kubaliwe kwiculo lesibini, ngokutiwa, Ungu-Nyana wam, ndikuzele namhla. Nangako ukumvusa kwake kwabafileyo, engasayikubuyela ekuboleni, utsho ngokuti, Ndiyakukupa izibele zika-Davide eziqinisekileyo. Ngoko utsho kanjako kwelinye iculo ukuti, Akuyikuvuma ukuba Oyingcwele wako eve ukubola. Ngokuba u-Davide, akuba ebekonzile isizukulwana sake ngentando ka-Tixo, walala, wabekwa koyise bake, weva ukubola. Kodwa lowo obevuswa ngu-Tixo akevanga kubola. Kwazeni kaloku, madoda nabazalwane, okokuba kungaye lowo ekushunyayelwe kuni ukuxolelwa kwezono: nani nonke enikolwayo niyakululwa nguye entweni zonke ebeningenakukululwa kuzo ngomteto ka-Mosesi. Lumkani kaloku, kungezi pezu kwenu okutetwa ngabaprofite, ngokuti, Kangelani badeli, niti nqa, nitshabalale: ngokuba ndenza umsebenzi ngemihla yenu, umsebenzi eningayikukolwa nguwo, nakuba umntu ewushumayele kuni.

*Ivangelana.* Luke xxiv. 36.

U-YESU ngokwake wema pakati kwabo, wati kubo, Uxolo malube kuni. Kodwa betuka benokwoyika, besiba babona umshologu. Wati kubo, Yinina ukuba nibe nevuso? yinina ukuba kubeko inkumbulo *ezinjalo* ezi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nkliziyweni zenu? Kangelani izandhla nenyawo zam, ukuba ndim ngokwam: ndicofeni nibone: ngokuba umshologu awunanyama namatambo njengoko nindibona ndinako. Wati, esitsho, wababonisa izandhla nenyawo zake. Wati bengakolwa ngenxa yovuyo, besati nqa, wati kubo, Ninokudhla apa na? Baza bamnika iqekeza lenklanzi eyosiweyo, nelenklango yobusi. Watabata ke, wadhla ebusweni babo. Wati kubo, Ngawo lamazwi endawateta kuni oko bendisenani, okokuba zonke izinto zifanel' ukuzaliseka ezibaliweyo ngam emtetweni ka-Mosezi, nakubaprofite, nasemaculweni. Waza wavula ingqondo zabo, ukuze baqonde Izibalo, wati kubo, Kubaliwe ngokunjalo, no-Kristu ebefanel' ukuva ubunzima ngokunjalo, nokuvuka kwabafileyo ngomhla wesitatu; kuti uguquko nokuxolelwa kwezono kushunyayelwe Egameni lake pakati kwezizwe zonke, kuqalwe e-Yerusaleme. Nani ningamangqina ezizinto.

---

## EYOKUQALA ICAWA EMVA KWE-PASIKA.

*Intandazwana.*

BAWO onamandhla onke, osinikileyo okupela kwo-Nyana wako ukuba azifele izono zetu, abuye avuke ngenxa yokuhlanjululwa kwetu; Sipe okokuba masenjenjalo ukususa igwele lolunya nenkohlakalo, size sihlale sikukonza ngenklalo engcwele nangenyaniso; ngazo imfanelo zo-Nyana wako lowo ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Incwadana.* 1 Johane v. 4.

OKUSUKUBA kuzelwe ngu-Tixo kuyawoyisa umhlaba; esi sisoyiso esiwoyisayo umhlaba, kwa ukolo lwetu. Ngubanina owoyisa umhlaba, ngokolwayo ukuba u-Yesu ungu-Nyana ka-Tixo? Nguye lo owafika ngamanzi nangegazi, kwa u-Yesu Kristu; kungengamanzi odwa, kodwa ngamanzi nangegazi: ngu-Moya *Oyingcwele* onqinayo, ngokuba u-Moya uyinyaniso. Ngokuba kuk' abatatu abanqinayo ezulwini, u-Yise, no-Lizwi, no-Moya Oyingcwele: nababatatu bayinto nye. Kuko nabatatu abanqinayo emhlabeni, umoya, namanzi, negazi: nababatatu bayavumelana. Ukuba siyasivumela isingqino sabantu; esi ka-Tixo singapezulu: ngokuba isingqino sika-Tixo sesi, asinqineleyo ngo-Nyana wake. Okolwayo ku-Nyana unesingqino pakati kwake: ongakolwayo ku-Tixo umenze ixoki ngokuba engakolwa sisingqino u-Tixo ebesinqinile ngo-Nyana wake. Nesingqino sesi, sokuba u-Tixo esipile ubomi obungunapakade: nobubomi bukuye u-Nyana wake. Onaye u-Nyana unobomi; ongenaye u-Nyana ka-Tixo akanabo ubomi.

*Ivangelana.* Johane xx. 19.

KWATI kwa ngalomini ngokuhlwa, iyimini yokuqala yevike, ingcango zivaliwe apo bebebutele kona abadisipile ngokwoyika aba-Yodi, wafika u-Yesu wema pakati, wati kubo, Uxolo malube kuni. Wati etshilo, wababonisa izandhla zake necala lake. Bavuya aba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

disipile bakuyibona i-Nkosi. Wapinda u-Yesu wati kubo, Uxolo malube kuni. Njengokuba u-Bawo unditumile, kwanjalo ndiyanituma. Wati akuba ebetshilo, wabapefumlela, wati kubo, Yamkelani u-Moya Oyingcwele. Abazono nizikululayo, zikululwe kubo; nabazono niziqinisayo, ziqiniselwe kubo.

---

## EYESIBINI ICAWA EMVA KWE-PASIKA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, osinikileyo u-Nyana wako emnye abe lidini lezono zetu, nomlinganiso wenklalo elungileyo: Zusipe ufefe lwokokuba sihlale sisamkela ngokubulela oluncedo lwake olungenambaliso, sizame imihla ngemihla ukulandela emanyateleni obomi bake obungcwele; kwa ngaye lowo u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Ka-Petrosi ii. 19.

OKU kufanelwe ngumbulelo, ukuba umntu ngenxa yesazelo ngaku-Tixo anyamezele ubunzima, ebuva engenatyala. Ngokuba ludumo lwanina ukuba, nakubetwa ngenxa yezono zenu, ninyamezele? kodwa nakwenza okulungileyo, nive ubunzima ngako, nandule ninyamezele; oku kutandekile ku-Tixo. Benibizelwe oku ke; ngokuba u-Kristu naye weva ubunzima ngenxa yetu, esishiyele umlinganiso, wokuba nilandele emanyateleni ake: ongenzanga sono, akwafunyanwa nkohliso emlonyeni wake: owati akugxekwa, akagxeka



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

naye; akuva ubunzima, akasongela; kodwa wazinikela kogweba ngobulungisa: owati ngokwake watwala izono zetu emzimbeni wake pezu kwomti, size siti, sifele ngokwesono, sipile ebulungiseni: enite ngemivimbo yake napiliswa. Ngokuba beninjengegusha ezilahlekileyo; kodwa kalokunje nibuyele ku-Malusi no-Mongameli wemipefumlo yenu.

*Ivangelana.* Johane x. 11.

WATI u-Yesu, Ndingumalusi olungileyo: umalusi olungileyo uyabunikela izimvu ubomi bake. Kodwa oliqeshwa, engenguye umalusi, ezingezizo ezake izimvu, uyayibona incuka isiza, azishiye izimvu abaleke; iti incuka iziqwenge, izicite izimvu. Oliqeshwa uyabaleka, ngokuba uliqeshwa, engazikataleli izimvu. Ndingumalusi olungileyo, ndiyazazi izimvu zam, ndisaziwa zizo nam. Njengokuba u-Yise uyandazi, kwanjalo ndiyamazi u-Yise: nditi ndizibekele izimvu ubomi bam. Ndinazo nezinye izimvu ezingezizo zesisibaya, mandizizise nezo ke, zaziyakuliva ilizwi lam; kwobako isibaya sinye, nomalusi emnye

---

## EYESITATU ICAWA EMVA KWE-PASIKA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, obabonisayo abaposisileyo ukukanya kwenyaniso yako, baze babuyele endhleleni yobulungisa; Zubape bonke abangenisiweyo ebukolwaneni baba-Kristu, okokuba bazitiye ezonto ezaliwa yi



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nkolo yabo, bazilandele zonke ezivumelene nayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Ka-Petrosi ii. 11.

BATANDWA, ndiyanikunga njengokungati ningabahambi nabasemzini, ukuba nizile inkanuko zenyama ezilwa nompefumlo; nikulungise ukuhlala kwenu pakati kwabaheyideni; baze bati, benihleba nje njengokungati ningabenzi benkohlakalo, badumise u-Tixo ngemini yokukangelwa kwabo, ngayo imisebenzi yenu elungileyo abayakuyibona. Lulamelani kuzo zonke izimiselo zabantu ngenxa ye-Nkosi; nokuba kukukumkani njengonobukosi; nokuba kukubapati, njengabatunyiwe nguye, kube kukwohlwaywa kwabenzi benkohlakalo, nokunconywa kwabalungisayo. Ngokuba intando ka-Tixo injalo, ukuba ngokwenza okulungileyo nimatise ubutyakala babazizidenge: nibe njengabakululekileyo, ningenzi ukukululeka kwenu kube sisifihlo solunya; kodwa nibe njengezicaka zika-Tixo. Bukani abantu bonke. Butandeni ubuzalwane. Moyikeni u-Tixo. Mbukeni ukumkani.

*Ivangelana.* Johane xvi. 16.

WATI u-Yesu kubadisipile bake, Kuselixeshana elincinane, naningayikundibona; kubuye kube lixeshana elincinane, nize nindibone; ngokuba ndiya ku-Yise. Yati inxenye yabadisipile bake pakati kwabo, Kukutinina akutshoyo ukuti, Kuselixeshana elincinane, naningayikundibona; kubuye kube lixeshana



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

elincinane, nize nindibone; nokuti, Ngokuba ndiya ku-Yise? Bati ngoko, Kukutinina akutshoyo ukuti, Ixeshana elincinane? Asiyazi into ayitetayo. Kekaloku u-Yesu esazi ukuba bebengxamel' ukumbuza, wati kubo, Niyabuza na pakati kwenu lento bendisitsho ukuti, Kuselixeshana elincinane, naningayikundibona; kubuye kube lixeshana elincinane, nize nindibone? Ngokwenene, ngokwenene nditi kuni, Nolila nibe nobuhlungu, kodwa umhlaba wovuya: nobalusizi, kodwa usizi lwenu luyakuguqulwa lube luvuyo. Umfazi, akuba nenimba, ulusizi, ngokuba ixesha lake lifikile: kodwa akuba emzele umntwana, akasakumbuli ukubandezelwa kwake, ngenxa yovuyo lwokokuba kuzelwe umntu emhlabeni. Nani nilusizi kalokunje: kodwa ndobuya ndinibone, iti inkliziyo yenu ivuye, novuyo lwenu akuko oluhlutayo kuni.

---

## EYESINE ICAWA EMVA KWE-PASIKA.

*Intandazwäna.*

TIXO onamandhla onke, okupela kwongalungisayo imvume ezingevayo nentando zaboni; Zubape abantu bako okokuba batande oko ukuxelayo, banqwenele oko ukutembisayo; zize ziti inkliziyo zetu pakati kweziguqulo ezininzi zomhlaba, ziqiniselwe apo kungafunyanwa kona inyweba eziyinene; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Incwadana.* Ka-Yakobi i. 17.

ONKE amabaso alungileyo nazo zonke izipo ezifezekileyo zivela ngapezulu, zisihla ku-Yise wezikanyiso, ekungeko kuguquka nesitunzi sokuqetuka kuye. Ote ngentando yake wasizala nge-Lizwi lenyaniso, size sibe njengolibo lwezidalwa zake. Ngako oko, bazalwane bam abatandiweyo, mabati bonke abantu bangxamele ekuveni, babe nonqeno ekuteteni, banqene nasekuqumbeni; ngokuba ingqumbo yomntu ayibenzi ubulungisa buka-Tixo. Ngoko susani ukuncola konke, nobuninzi benkohlakalo, namkele ngolulamo i-Lizwi elimiliselweyo, elinokuyisindisa imipefumlo yenu.

*Ivangelana.* Johane xvi. 5.

WATI u-Yesu kubadisipile bake, Ndiyaya kaloku konditumileyo, akuko owakuni ondibuza ngokuti, Uyapina? Kodwa ndizitetile nje ezizinto kuni, inkliziyo zenu zizele lusizi. Ndiyanixelela inyaniso noko; ukuba kunikulungele ukuba ndimke: ngokuba nxa ndingemki, u-Monwabisi akayikuza kuni; kodwa ukuba ndiyemka, ndomtumela kuni. Woti, akufika, awutetise umhlaba ngenxa yesono, nobulungisa, nomgwebo: ngenxa yesono, ngokuba abakolwa kum; ngenxa yobulungisa, ngokuba ndiya ku-Bawo, ningabisandibona; ngenxa yomgwebo, ngokuba umpati walomhlaba ugwetyiwe. Ndisenento ezininzi zokunixelela zona, koko ningenakuzamkela kalokunje. Kodwa akufika Ongu-Moya wenyaniso, uyakunisa enyanisweni yonke: ngokuba engayikuteta okukokwake: kodwa okusukuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

eyakukuva, uyakukuteta: anibonise izinto ezizakubako. Yena uyakundidumisa, ngokuba eyakwamkela okukokwam, anikubonise. Into zonke anazo u-Yise zezam: kungoku endati, uyakutabata kokukokwam, anikubonise kona.

---

## EYESIHLANU ICAWA EMVA KWE-PASIKA.

*Intandazwana.*

NKOSI, ekuvela kuwe zonke izinto ezilungileyo; Zusipe tina zicaka zako ezilulamileyo, okokuba siti ngo-Moya wako Oyingcwele, sicinge ezonto ezilungileyo, siti sikokelwe bububele bako, sizenze zona; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Ka-Yakobi i. 22.

YIBANI ngabenzi be-Lizwi, ningabi ngabapulapuli bodwa, nizikohlisa ngokwenu. Ngokuba, ukuba kuk' ongumpulapuli we-Lizwi, engenguye umenzi, uyafana nomntu okangela ukumila kwobuso bake encwadini. Ngokuba uyazikangela, emke, alibale ukuba ebengumntu onjanina. Kodwa osukuba ekangela emtetweni wenkululeko efezekileyo ahlale kuwo, engenguye umpulapuli olibalayo, kodwa engumenzi womsebenzi, lomntu woba netamsanqa ekwenzeni kwake. Ukuba kuk' owakuni ongati uyamkonza u-Tixo, engalutinteli ulwimi lwake, ayikohlise inkliziyo yake, inkonzo yalomntu ayincedi luto. Inkonzo eyingcwele nemhlope pambi kwo-Tixo no-Yise



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yiyo le, Eyokusiza inkedama nabahlolokazi ekubandezelweni kwabo, nokuzigcina emsulwa emhlabeni.

*Ivangelana.* Johane xvi. 23.

NGOKWENENE, ngokwenene nditi kuni, Okusukuba eniyakukucela ku-Yise Egameni lam, uyakunipa kona. Anikaceli nto Egameni lam kwada kwakaloku: celani, naniyakuzuza, luze luzaliseke uvuyo lwenu. Ezizinto ndizitetile kuni ngemizekeliso: ixesha liyeza endingasayikuba sateta ngalo kuni ngemizekeliso: kodwa ndiyakunibonisa okwo-Yise ekuhleni. Ngalomini niyakucela Egameni lam: anditi kuni, ndonitandazela ku-Yise; u-Yise enitanda nje ngokwake, ngokuba beninditanda, nakolwa ukuba ndipume ku-Tixo. Ndipume ku-Yise ndafika emhlabeni: ndiyabuya ndiwushiye umhlaba, ndiye ku-Yise. Bati abadisipile bake kuye, Kangela, kalokunje uyateta ekuhleni, akusateti mzekeliso. Ngoku siyazi ukuba uyazazi into zonke, ungasweli ukuba abuzwe ngamntu: ngako oku siyakolwa ukuba upume ku-Tixo. Wapendula u-Yesu wati kubo, Niyakolwa na ngoku? Ixesha liyeza, liselifikile, lokuba nicitakale nonke niye kokwenu, nindishiye ndedwa: kanti andindodwa noko, ngokuba u-Yise enam. Ezizinto ndizitetile kuni, nize nibe noxolo ngam. Emhlabeni noba nembandezelo; kodwa ningoyiki, ngokuba ndiweyisile umhlaba mina.

---



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# IMINI YOKUNYUKELA KUKA-YESU KRISTU.

*Intandazwana.*

ZUSIPE, siyakutandaza, Tixo onamandhla onke, okokuba, njengokuba sikolwa ukuba u-Nyana wako ozelweyo emnye oyi-Nkosi yetu u-Yesu Kristu unyukele ezulwini; siti kwanjalo sinyukele kona ngenkliziyo nangompefumlo, sihlale naye, ohleli epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo i. 1.

EYOKUQALA incwadi ndikwenzele, Teyofilusi, engako konke u-Yesu ebeqala ukukwenza nokukufundisa, kwada kwayimini wayenyuswa ngayo, emva kwokuba ebete ngaye u-Moya Oyingcwele, ebebayalezile aba-Postile abebenyuliwe nguye: owati wazibonisa kubo ehleli emva kwokuva kwake ubunzima ngemiqondiso emininzi engenakukanyelwa; ebonwa ngabo intsuku zamashumi amane, eteta izinto zobukumkani buka-Tixo: wati ebutele ndawonye nabo, wabayaleza ukuba mabangemki e-Yerusaleme, kodwa mabalindele isitembiso so-Yise, ewati nisivile kum. Ngokuba u-Johane okwenene ebebatizesha ngamanzi, kodwa nina niyakubatizeshwa ngo-Moya Oyingcwele zingekabiko intsuku ezininzi. Bati bakuba bebebutene, bambuza, besiti, Nkosi, woza uti ngelixesha ubuyisele ubukumkani ko-Sirayeli na? Wati kubo, Asikukokwenu ukuwazi amaxesha namatuba, awazibekela wona u-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Yise ngawo amandhla ake. Kodwa niyakuzuza amandhla akuba ehlile pezu kwenu u-Moya Oyingcwele; naniyakuba ngamangqina am kwase-Yerusaleme, nase-Judeya yonke, nase-Samariya, nasezindaweni zokugqibela zomhlaba. Kwati esateta ezizinto, bebona, wanyuswa, lati ilifu lamamkela akabi sabonwa ngabo. Kekaloku ke beqolosele ezulwini, enyuka yena, kwako amadoda amabini emi ngakubo enezivato ezimhlope; awati, Madoda ase-Galili, nimela nina nijongela ezulwini? U-Yesu lowo osuswe kuni, wenyuselwa ezulwini, wobuyabuye njengoko nimbone esiya ngako ezulwini.

*Ivangelana.* Maraki xvi. 14.

U-YESU wabonakala kubo abalishumi elinamnye behleli ekutyeni, wabatetisa ngenxa yokungakolwa kwabo nobulukuni benkliziyo zabo, ngokuba bengakolwanga ngabo abebembonile emva kwokuvuka kwake. Wati kubo, Hambani, niye emhlabeni wonke, nishumayele ivangeli ebantwini bonke. Okolwayo, wabatizeshwa, uyakusindiswa; kodwa ongakolwayo uyakugwetywa. Abakoliweyo bayakuba nalemiqondiso: Bayakuti Egameni lam bakupe idemoni; batete ngelwimi ezintsha; bapate nenyoka; bati nokuba basele into enobuhlungu, ingababulali; bati babeke izandhla zabo pezu kwabafayo, bapile. Yati i-Nkosi, yakuba ibitetile kubo, yamkelwa ezulwini, yahlala pantsi ngasekunene kwo-Tixo. Bahamba ke beshumayela ezindaweni zonke, i-Nkosi ibasebenzisa, iliqinisa i-Lizwi ngokulandelisa imiqondiso.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICAWA ELANDELA IMINI YOKUNYUKELA KUKA-YESU KRISTU.

*Intandazwana.*

TIXO Kumkani wobungcwalisa, owapakamisa ebukumkanini bako obusezulwini okupela kwo-Nyana wako u-Yesu Kristu ngemigcobo emikulu; Siyakutandaza ukuba maungasishiyi sizinkedama; kodwa zusitumele u-Moya wako Oyingcwele, aze asitutuzele asipakamisele kwa kulondawo asandulele kuyo u-Msindisi wetu u-Kristu, ohleli epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Ka-Petrosi iv. 7.

ISIPELO sento zonke sikufupi; yitini kaloku nibe nobungcatu benkliziyo, nilinde ngokutandaza. Niti pezu kwento zonke nibe notando oluqinisekileyo pakati kwenu, ngokuba utando luyakufihla isininzi sezono. Manigcinane kungabi ngokuvimba. Njengokuba bonke abantu bezuzile isipo, kwanjalo manikonzane ngaso, njengamagosa alungileyo ezibele zika-Tixo ezingenakubalwa. Ukuba kuk' otetayo, makatete ngokwomlomo ka-Tixo: ukuba kuk' okonzayo, makakonze ngokufanel' amandhla awapiweyo ngu-Tixo; ukuze u-Tixo adunyiswe entweni zonke ngaye u-Yesu Kristu, ekuti kuye makubeko udumiso nobukosi kude kube ngunapakade. Amen.


Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Ivangelana.* Johane xv. 26, *nesinqingata* sesahluko xvi.

KODWA akufika u-Monwabisi endiyakunimtumela evela ka-Yise, kwa u-Moya wenyaniso, opuma ku-Yise, uyakundinqinela. Niyakunqina nani, ngokuba benikum kwasekuqaleni. Ezizinto ndizitetile kuni nize ningaxakaniswa. Bayakunikupa ezinklanganisweni; ngokwenene liyeza ixesha, abayakuti ngalo, bonke abanibulalayo babe benza umsebenzi ka-Tixo. Ezizinto ke bayakuzenza kuni, ngokuba abamazanga u-Yise, *abandazi* nam. Kodwa ezizinto ndinixelele, nize niti, lakufika ixesha, nikumbule ukuba bendinixelele ngazo.

---

## UMHLA WE-PENTEKOSE, OKUTIWA YICAWA YOKUHLA KWO-MOYA OYINGCWELE.

*Intandazwana.*

TIXO, owati ngokwanjengelixesha wazifundisa inkliziyo zabantu bako benyaniso, ngokubatumela isikanyiso so-Moya wako Oyingcwele; Zusipe okokuba siti ngo-Moya lowo sibe nokuqonda into zonke ngokulungileyo, sihlale sivuyiswa lututuzelo lwake olungcwele; ngazo imfanelo zika-Kristu Yesu u-Msindisi wetu, ohleli epet'ubukosi ndawonye nawe, nibanye no-Moya lowo, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo ii. 1.

YAKUBA imini ye-Pentekose ibise ifikile kanye, bebebutene bonke ngenkliziyonye



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndaweninye. Kwati ngokwalama kwavakala into ivela ezulwini, engati sisandi somoya omkulu, esazalisa indhlu abebehleli kuyo. Kwabonakala kubo ilwimi ezicandekileyo ezingati zezomlilo, ezahlala pezu kwabo bonke ngabanye; baza bazaliswa ngo-Moya Oyingcwele, baqala ukuteta ngezinye ilwimi njengokupiwa kwabo amazwi ngu-Moya. Kekaloku ke bekuko e-Yerusaleme aba-Yodi, amadoda alungileyo awo onke amazwe apantsi kwezulu. Kekaloku yakuduma lonto, kwahlangana isihlwele, esati nqa, ngokuba bonke ngabanye babeva beteta ngokuteta kwabo. Baza bamangaliswa bonke, bati nqa, besiti omnye kwomnye, Bonke aba abatetayo asingabo aba-Galili yinina? Kute nina ukuba sibeve bonke beteta ngenteto zetu ngabanye ebesizalelwe kuzo? *Kuko* ama-Pati, nama-Mede, nama-Elame, nabase-Mesopotami, nabase-Judeya, nabase-Kapadosi, ne-Pontusi, ne-Asiya, ne-Frijiya, ne-Pamfiliya, ne-Jipete, nabase-Libiya engase-Kirene, nabasemzini base-Roma, aba-Yodi, nabakoliweyo bubu-Yodi, ama-Krete, nama-Arabe, sonke siyabeva beteta ngenteto zetu nje imisebenzi ka-Tixo engumangaliso.

*Ivangelana.* Johane xiv. 15.

WATI u-Yesu kubadisipile bake, Ukuba niyanditanda, yigcineni imiteto yam. Ndiyakutandaza ku-Yise, woza aninike omnye u-Monwabisi, ukuze ahlale kuni kude kube ngunapakade; kwa u-Moya wenyaniso, ongenakwamkelwa ngumhlaba, ngokuba awu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mboni, awumazi: kodwa niyamazi nina; ngokuba ehleli kuni, woba pakati kwenu. Andiyikunishiya nizinkedama; ndoza kuni. Kuseko umzuzwana, uze umhlaba ungabisandibona; kodwa niyandibona nina: ngokuba ndihleli, niyakuhlala nani. Ngalomini niyakukwazi ukuba ndiku-Bawo, nani nikum, nam ndikuni. Onemiteto yam, wayigcina, nguye onditandayo; nonditandayo uyakutandwa ngu-Bawo, ndomtanda nam ndizibonakalise kuye. Wati u-Judasi kuye, (engenguye u-Sikariyoti,) Nkosi, kute nina ukuba uzibonakalise kuti, ungazibonakalisi kumhlaba? Wapendula u-Yesu wati kuye, Ukuba umntu uyanditanda, woligcina ilizwi lam, woti u-Bawo amtande, soza size kuye, sihlale kuye. Onganditandiyo akazigcini iziteto zam: nelizwi enilivayo asililo elam, lelika-Yise onditumileyo. Ezizinto ndizitetile kuni ndisekuni. Kodwa u-Monwabisi, ongu-Moya Oyingcwele, lowo u-Yise uyakumtuma Egameni lam, uyakunifundisa izinto zonke, anikumbuze into zonke endizitetileyo kuni. Uxolo ndiyalushiya kuni, uxolo lwam ndiyanipa lona: andinipi ngokwomhlaba. Maingadandateki inkliziyo yenu, ingoyiki. Nivile okokuba bendite, Ndiyemka, ndiyakubuyela kuni. Ukuba beninditanda, beniyakuvuya ngokuba ndite, Ndiya ku-Yise: ngokuba u-Bawo umkulu kum. Ndinixelele kungekehli, ukuze kuti, kwakuhla, nikolwe. Andiyikuba sateta nani futi emva kwoku; ngokuba umpati womhlaba lo uyeza, koko engenanto kum. Kodwa ukuze umhlaba wazi ukuba ndiyamtanda u-Yise;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nanjengoko u-Yise undiyaleze ngako, ndenza kwanjalo nam.

---

## I-‘MONDAY’ ELANDELA UMHLA WE-PENTEKOSE.

*Intandazwana.*

TIXO, owatingokwanjengelixesha wazifundisa inkliziyo zabantu bako benyaniso, ngokubatumela isikanyiso so-Moya wako Oyingcwele; Zusipe okokuba siti ngo-Moya lowo sibe nokuqonda into zonke ngokulungileyo, sihlale sivuyiswa lututuzelo lwake olungcwele; ngazo imfanelo zika-Yesu Kristu u-Msindisi wetu, ohleli epet’ ubukosi ndawonye nawe, nibanye no-Moya lowo, emnye u-Tixo kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo x. 34.

U-PETROSI wavula umlomo wake, wati, Ngokwenene ndiyaqonda ukuba u-Tixo akangokatalela iziqu zabantu; kodwa kuzo zonke izizwe, omoyikayo nowenza ubulungisa, uyamkelwa nguye. Ilizwi elatunyelwa ngu-Tixo elusatsheni lakwa-Sirayeli, eshumayela uxolo ngo-Yesu Kristu; (oyi-Nkosi yabantu bonke;) elolizwi (nditi) niyalazi, elashunyayelwa kuyo yonke i-Judeya, liqala e-Galili, emva kwobatizesho olube lushunyayelwe ngu-Johane: lokokuba u-Tixo wamtambisa u-Yesu wase-Nazarete ngo-Moya Oyingcwele, nangamandhla; owahambahamba, enceda, epilisa bonke abebandezelwe ngu-Satane: ngokuba u-Tixo ebenaye. Nati singamangqina



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ezinto zonke ebezenzwa nguye, nasemhlabeni waba-Yodi nase-Yerusaleme; abamti bona, bambulala bamxoma emtini. Yena ke u-Tixo wamvusa ngomhla wesitatu, wambonakalisa ekuhleni; kungekubo bonke abantu, kodwa kumangqina anyuliweyo ngapambili ngu-Tixo, kwa kuti, esiti tina sadhla sasela ndawonye naye emva kwokuvuka kwake kwabafileyo. Waza wasiyaleza ukuba masishumayele ebantwini, sinqine, ukuba nguye lo owamiselwa ngu-Tixo abe ngu-Mgwebi wabahleliyo nabafileyo. Bonke abaprofite bayanqina ngaye, okokuba ngalo Igama lake osukuba ekolwa nguye wozuza ukukululwa kwezono. Kwati u-Petrosi esawateta lamazwi, kwehla u-Moya Oyingcwele pezu kwabo bonke abebeliva elolizwi. Bamangaliswa nabolwaluko, abebekoliwe, abebezile no-Petrosi, ngenxa yokuba isipo so-Moya Oyingcwele besigalelwe napezu kwabaheyideni. Ngokuba babeva beteta ngenteto, bemdumisa u-Tixo. Wapendula u-Petrosi, wati, Kuk' ongawalayo amanzi, ukuba bangabatizeshwa aba na, abawamkeleyo u-Moya Oyingcwele njengati? Waza waxela ukuba mababatizeshwe Egameni le-Nkosi. Bandula bamtandaza ukuba ahlale kona intsuku ezitile.

*Ivangelana.* Johane iii. 16.

U-TIXO wenjenjalo ukuwutanda umhlaba okokokuba wanika u-Nyana wake ozelweyo emnye, ukuze bonke abakolwayo kuye bangabubi, bati kodwa, bazuze ubomi obungunapakade. Ngokuba u-Tixo akamtumelanga u-Nyana wake emhlabeni ukuze awu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

gwebe umhlaba, kodwa ukuze umhlaba usindiswe ngaye. Okolwayo kuye akagwetywanga, ongakolwayo usel’ egwetyiwe; ngokuba engakolwanga Egameni lo-Nyana ka-Tixo ozelweyo emnye. Umgwebo nguwo lo, okokuba isikanyiso besizile emhlabeni, bati abantu batanda ubumnyama ngapezu kwokukanya, ngokuba izenzo zabo bezikohlakele. Osukuba esenza okukohlakeleyo uyakutiya ukukanya, akezi ekukanyeni, hleze izenzo zake zibonakale. Kodwa olenza inene uza ekukanyeni, zize izenzo zake zibonakale, ukuba zenziwe ku-Tixo.

---

## I-‘ TUESDAY’ ELANDELA UMHLA WE-PENTEKOSE.

*Intandazwana.*

TIXO, owati ngokwanjengelixesha wazifundisa inkliziyo zabantu bako benyaniso, ngokubatumela isikanyiso so-Moya wako Oyingcwele; Zusipe okokuba siti ngo-Moya lowo sibe nokuqonda into zonke ngokulungileyo, sihlale sivuyiswa lututuzelo lwake olungcwele; ngazo imfanelo zika-Yesu Kristu u-Msindisi wetu, ohleli epet’ ubukosi ndawonye nawe, nibanye no-Moya lowo, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo viii. 14.

BAZA aba-Postile abebese-Yerusaleme, bakuva ukuba i-Samariya ibilamkele ilizwi lika-Tixo, batumela kona u-Petrosi no-Johane;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

abati, bakufika kona, babatandazela okokuba bazuze u-Moya Oyingcwele: (ngokuba ebengekahleli namnye kubo; koko bebebatizeshiwe Egameni le-Nkosi u-Yesu kupela.) Bandul’ ukubeka izandhla zabo pezu kwabo, bamamkela u-Moya Oyingcwele.

*Ivangelana.* Johane x. 1.

NGOKWENENE, ngokwenene nditi kuni, ongangeniyo ngesango esibayeni sezimvu, koko ekwela ngenye indawo, lo ulisela nebada. Kodwa ongenayo ngesango ungumalusi wezimvu: lo umgcini wesango uyamvulela; ziti izimvu zilive ilizwi lake; uyazibiza izimvu zake ngamagama azikupe. Uti, akuzikupa izimvu zake, ahambe pambi kwazo, ziti izimvu zimlandele, ngokuba zilazi ilizwi lake. Kodwa owasemzini aziyikumlandela; ziyakumbaleka; ngokuba azilazi ilizwi labasemzini. U-Yesu wateta lomzekeliso kubo: kodwa abaziqonda ukuba bezintonina into ebeziteta kubo. Wabuya u-Yesu wati kubo; Ngokwenene, ngokwenene nditi kuni, Ndilisango lezimvu. Bonke abake bafika pambi kwam bebengamasela namabada; koko izimvu azabeva bona. Mina ndilisango; ukuba kuk’ ongenayo ngam, uyakusindiswa, angene, apume, afumane idhlelo. Isela alizi kupela ngokubà, nokubulala, nokutshabalalisa. Ndize mina ukuze babe nobomi, baze babe nabo ngokugqitisileyo.

---



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICAWA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, osipileyo tina zicaka zako ufefe lwokuba ngesivumo senkolo eyinene, sivume ubungcwalisa bo-Mtriniti ongunapakade, siti ngamandhla obukulu buka-Tixo, sibedeshe iziqu zitatu ezingu-Tixo emnye; Siyakutandaza okokuba mausigcine siqinile kulenkolo, uhlal' usilondoloza kuzo zonke inkatazo, ohleliyo upet' ubukumkani, ungu-Tixo emnye, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Eyencwadana.* Isityilo iv. 1.

EMVA kwoku ndakangela, ndabona ucango luvuliwe ezulwini, nelizwi elokuqala endaliva belingati lelexilongo liteta nam; lisiti, Nyukela apa, ndize ndikubonise izinto eziyakubako emva kwezi. Ndati kwo oko ndase-Moyeni; kwaza kwamiswa isihlalo sobukumkani ezulwini, bekuko nohleli esihlalweni: nohleli kuso ebefana nelitye lejasipa nelesadini ukubonakala kwake: bekuko nomnyama ungqonga isihlalo, ofana nelitye le-emeradi ukubonakala kwawo. Bekuko nezihlalo zamashumi amabini anane zisingqonga isihlalo sobukumkani, nasezihlalweni ndabona abadala abangamashumi amabini anane, bevete ingubo ezimhlope; benezitsaba zegolide enkloko zabo: kwapuma imibane, nendudumo, namazwi esihlalweni sobukumkani. Kwako nezibane zomlilo ezisixenxe zivuta pambi kwesihlalo sobukumkani, ezingomoya abasixenxe baka-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Tixo. Napambi kwesihlalo sobukumkani bekuko ulwandhle lwegalasi olufana nekristale: kwati esihlalweni sobukumkani kwako izilo ezine zisingqonga, ezizele ngamehlo ngapambili nangasemva. Sati isilo sokuqala safana nengonyama, esesibini isilo safana netole, esesitatu isilo sanobuso obungati bobomntu, esesine isilo safana nokozi lupapazela. Zaza ezozilo ezine zanamapiko amatandatu ngazinye; kanjalo bezizele ngamehlo ngapakati: azipumli emini nasebusuku, zisiti, Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, Nkosi Tixo Onamandhla onke, obeko, okoyo, noyakubako. Kuti zakunikela ubungcwalisa, udumiso, nemibulelo ezozilo kobehleli esihlalweni sobukumkani, oyakuhlal' eko kude kube ngunapakade, abadala abangamashumi amabini anane bawe pantsi pambi kohleli esihlalweni sobukumkani, bambedeshe ohlal' eko kude kube ngunapakade, bawise izitsaba zabo pambi kwesihlalo sobukumkani, besiti, Nkosi, ungofanel' ukwamkela ubungcwalisa, udumiso, namandhla; ngokuba into zonke zidaliwe nguwe, ziko zona zadalelwa intando yako.

*Ivangelana.* Johana iii. 1.

BEKUKO indoda yasebafarisini, egama belingu-Nikodemo, wayengumpati wasebaYodini: ute yena weza ku-Yesu ebusuku, wati kuye, Nkosi siyazi ukuba wena ungumfundisi ovela ku-Tixo; ngokuba akuko mntu ongayenzayo lemimangaliso oyenzayo wena, ukuba u-Tixo akanaye. Wapendula



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

u-Yesu wati kuye, Ngokwenene nditi kuwe, Ukuba umntu akazalwa kutsha, akanakubona ubukumkani buka-Tixo. Wati u-Nikodemo kuye, Angatinina umntu ukuzalwa nxa selemdala? Angabuya angene esizalweni sonina azalwe na? Wapendula u-Yesu wati, Ngokwenene, ngokwenene nditi kuwe, Ukuba umntu akazalwa ngamanzi nangu-Moya *Oyingcwele*, akanakungena ebukumkanini buka-Tixo. Okuzelwe yinyama kukwayinyama; nokuzelwe ngu-Moya kukwangu-Moya. Ungamangaliswa kokuba ndite kuwe, Nifanel' ukuzalwa kutsha. Umoya uvutela apo utanda kona, nesandi sawo uyasiva, koko ungazi apo uvela kona, nalapo usinga kona; ukwanjalo osukuba ezelwe ngu-Moya. Wapendula u-Nikodemo wati kuye, Ezizinto zingatinina ukubako? Wapendula u-Yesu wati kuye, Ungumfundisi wakwa-Sirayeli, ungazazi ezizinto na? Ngokwenene, ngokwenene nditi kuwe, Siteta oko sikwaziyo, sinqinele oko sikuboniléyo, anisamkeli isingqino setu. Ukuba ndinixelele izinto zasemhlabeni, anakolwa; ningatinina ukukolwa ndakunixelela ezasezulwini? Akuko oke wanyukela ezulwini, kupela ngowehlayo ezulwini, ongu-Nyana womntu osezulwini. Nanjengokuba u-Mosesi wayepakamise inyoka enklango, uyakupakanyiswa njalo u-Nyana womntu: baze bonke abakolwayo kuye bangabubi, bati kodwa, bazuze ubomi obungunapakade.

---



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## EYOKUQALA ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO, ongamandhla abo bonke abatembela kuwe, yamkele ngobubele imitandazo yetu: uze uti ngendawo yokuba singenako ngobutataka besimilo setu ukwenza into elungileyo ngapandhle kwako, zusipe uncedo lwofefe lwako, size siti ekuyigcineni kwetu imiteto yako, sibe senza intando yako kwangemvume yetu nangezenzo zetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Johane iv. 7.

BATANDWA, masitandane: ngokuba utando luvela ku-Tixo, nosukuba etanda uzelwe ngu-Tixo, emazi no-Tixo. Ongatandiyo akamazi u-Tixo; ngokuba u-Tixo ulutando. Kungoku ekwabonakaliswa utando luka-Tixo ngakuti; ekubeni u-Tixo watumela u-Nyana wake ozelweyo emnye emhlabeni, size sibe nobomi ngaye. Utando lolu, kungekukuba besimtanda u-Tixo, kukokuba wasitanda tina, watuma u-Nyana wake abe sisizi sezono zetu. Batandwa, ukuba u-Tixo wenjenjalo ukusitanda, nati sifanel' ukutandana. Akuko oke wambona u-Tixo. Ukuba siyatandana, u-Tixo uhleli kuti, notando lwake luzalisekile pakati kwetu. Kungoku esikwaziyo ukuba sihleli kuye, nokuba yena uhleli kuti, ekokubeni asipileyo ku-Moya wake. Kanjalo sibonile siyanqina, okokuba u-Yise wamtuma u-Nyana abe



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngu-Msindisi womhlaba. Osukuba eyakuvuma akuba u-Yesu ungu-Nyana ka-Tixo, u-Tixo uhleli kuye, naye *uhleli* ku-Tixo. Kanjalo silwazile sakolwa lutando analo u-Tixo ngakuti. U-Tixo ulutando; ohleli elutandweni uhleli ku-Tixo, no-Tixo *uhleli* kuye. Utando lwetu luzalisekile koku, ekokubeni singabi nakwoyika ngemini yomgwebo; ngokuba ngoko akuko yena, sinjalo nati emhlabeni apa. Akuko kwoyika elutandweni; kodwa utando oluzalisekileyo luyagxota ukwoyika, ngokuba ukwoyika kunentutumbelo: Oyoyikayo akafezekile elutandweni. Siyamtanda yena ngokuba uqale wasitanda. Ukuba umntu uti, Ndiyamtanda u-Tixo, amtiye umzalwane wake, ulixoki: ngokuba ongamtandiyo umzalwane wake ambonileyo, angatinina ukumtanda u-Tixo, ongazanga ambone? Siwuzuze lomteto kuye, Okokuba otanda u-Tixo makamtande nomzalwane wake.

*Ivangelana.* Luke xvi. 19.

BEKUKO umntu obesisityebi, obevete ingubo ezibomvu, nezivato ezitambileyo, esidhla izimnandi imihla yonke. Bekuko nehlwempu elitile, egama belingu-Lazarusi, elabekwa ngasesangweni lake lizele zizilonda, likanuka ukudhliswa imvutuluka ezawayo etafileni yosisityebi: napezu kwoku zeza nezinja zakota izilonda zalo. Laza lafa ihlwempu, lasiwa zingelosi esifubeni sika-Abrahame. Wafa nosityebi, wangcwatywa: wati esenklalweni yabafileyo wapakamisa amehlo ake etutunjelwa kunene, wambona u-Abrahame ekude, eno-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Lazarusi esifubeni sake. Waza wabiza, esiti, Bawo Abrahame, yiba nosizi kum, umtume u-Lazarusi, aze afake incam yomnwe wake emanzini, apolise ulwimi lwam; ndibulawa nje kwelilangatye. Kuloko u-Abrahame wati, Nyana, kumbula ukuba wena oko ubusahleli wausamkela into zako ezilungileyo, no-Lazarusi ezake ezimbi; kodwa kaloku nje uyatutuzelwa yena, uti wena uve ubuhlungu. Kanjalo ngapandhle koku konke, kumiswe imfanta enkulu pakati kwetu nani: baze abafun' ukuwelela kuni besuka apa bangabi nako; bangabi nako nokuwelela kuti abafun' ukusuka kona. Wandula wati, Ndiyakutandaza noko, bawo, okokuba umtumele endhlwini kabawo: ngokuba ndinabazalwane abahlanu; aze abanqinele, hleze beze nabo kulendawo yentutumbelo. Wati u-Abrahame kuye, Bano-Mosesi nabaprofite; mabeve bona. Wati, Hayi, bawo Abrahame; kodwa ukuba bekuya kubo owakwabafileyo, bebeyakuguquka. Wati kuye, Ukuba ababapulapuli o-Mosesi nabaprofite, bebengayikucengwa nokuba bekuvuke owakwabafileyo.

---

## EYESIBINI ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI ongazanga uyeke ukubanceda nokubapata abo abondhlayo ekwoyikeni nasekutandeni wena ngokuqinisekileyo; Sigcine, siyakutandaza, ngapantsi kwokunonelela kwako okulungileyo, usenze ukuba sihlale siloyika



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

silitanda Igama lako elingcwele ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Johane iii. 13.

NINGAMANGALISWA, bazalwane bam, ukuba umhlaba uyanitiya. Siyazi ukuba sidhlule ekufeni *sangena* ebomini, ngokuba siyabatanda abazalwane. Ongatandiyo umzalwane wake uhleli ekufeni. Osukuba etiya umzalwane wake ungumbulali : niyazi ukuba akuko mbulali onobomi obungunapakade buhleli kuye. Kungoku esiluqondayo utando luka-Tixo, ekokubeni wasincamela ubomi bake : ngesibuncama nobetu ubomi ngenxa yabazalwane. Osukuba enempahla zelilizwe, ambone umzalwane wake eswele, ati noko amvingcele umbilini wake ; lungatinina utando luka-Tixo ukuhlala kuye ? Bantwana bam, masingatandi ngelizwi nangolwimi ; kodwa ngokwenza kwetu, nangokwenene. Siyazi ngoku ukuba singabenyaniso, siyakuqinisa inkliziyo zetu pambi kwake. Ngokuba, ukuba inkliziyo yetu iyasigweba, u-Tixo ungomkulu kwinkliziyo yetu, ezazi into zonke. Batandwa, ukuba inkliziyo yetu ayisigwebi, sinetemba eliqinisekileyo pambi kwo-Tixo. Nokusukuba sikucela, siyakuzuza kuye, ngokuba sigcina imiteto yake, sizenze ezonto ezitandekayo ebusweni bake. Umteto wake nguwo lo, Owokuba sikolwe Egameni lo-Nyana wake ongu-Yesu Kristu, sitandane, njengokuba ebesinike umteto. Ogcina imiteto yake uhleli *ku-Tixo, no-Tixo* uhleli kuye : ngoku siyazi ukuba uhleli kuti, ngo-Moya asipileyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Ivangelana.* Luke xiv. 16.

UMNTU otile wenza isidhlo esikulu, wamema abaninzi ; wati ngexesha lokudhla, watuma isicaka sake siye kuti kubamenyiweyo, Yizani, ngokuba konke sekulungisiwe. Baza baqala bonke ngenkliziyonye ukuzilandulela. Owokuqala wati kuso, Nditenge intsimi, ndingxamel' ukuya kuyibona ; ndiyakutandaza zundilandulele ke. Wati omnye, Nditenge isishumi senkabi, ndiya kuzilinga ke, ndiyakutandaza zundilandulele ke. Wati omnye, Ndizeke umfazi, andinakuza ke. Seza ke esosicaka, sashumayeza inkosi yaso ezizinto. Wandula umninindhlu equmbile, wati kwisicaka sake, Ngxama uye ezitrateni nazezindhleleni zesixeko, ungenise apa amahlwempu, nenxwelera, neziqwala, nabazimfama. Sati isicaka, Nkosi, sekwenziwe njengoko ubuxelele ngako, kuseko indawo noko. Yati inkosi kwisicaka sayo, Hamba uye ezindhleleni ezinkulu nasezintangweni, ubanyanzele bangene, ize izaliswe indhlu yam. Ngokuba nditi kuwe, Akuko namnye kubamenyiweyo oyakuka eve nentwana esidhlweni sam.

---

## EYESITATU ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakukunga ukuba mausive ngobubele ; wenze okokuba tina, osinikileyo inkliziyo etandazayo, siti ngoncedo lwako olunamandhla sigcinwe situtuzelwe ezingozini



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nasezinkatazweni zonke; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Petrosi v. 5.

MANITI nonke nilulamelane, nambatiswe ngolulamo: ngokuba u-Tixo uyala abaneratshi, abape ufefe abalulamileyo. Zitobeni kaloku ngapantsi kwesandhla sinamandhla sika-Tixo, aze anipakamise ngexesha lake; nililahlele kuye lonke ixala lenu, ngokuba yena uyanitukutezelela. Manibe nobungcatu, nilinde: ngokuba utshaba lwenu u-Satane, njengengonyama ekonyayo, ehambahamba, efuna ongamdhlayo: maleni ngokolo eliqinileyo, nisazi ukuba ezimbandezelo zenziwa nakubazalwane benu abasemhlabeni. Wanga angati u-Tixo wofefe lwonke, osibizeleyo ebungcwaliseni bake obungunapakade ngo-Yesu Kristu, emva kwokuba nibuvile ubunzima ngomzuzwana, anga anganilungisa, aniqinise, anomeleze, anisekele. Makuti kuye kubeko udumiso namandhla kude kube ngunapakade. Amen.

*Ivangelana.* Luke xv. 1.

BANDUL' ukusondela kuye bonke ababuti beminikelo naboni baze bamve. Bati abafarisi nababali barora, besiti, Lomntu uyabamkela aboni, adhlelane nabo. Waza wateta lomzekeliso kubo, esiti, Ngowupina kuni, onegusha zilikulu, kwakulahleka ibenye, ongayikushiya amashumi asitoba anesitoba enklango, aye kufuna elahlekileyo, ade ayifumane? Ati, akuyifumana, ayibeke emagxalabeni ake evuya. Ati, akufika ekaya, ahlanganise izi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

hlobo nabamelwane bake, esiti kubo, Vuyani nam, ngokuba ndiyifumene igusha yam ebilahlekile. Nditi kuni, Kwobako uvuyo ezulwini kwanjalo ngenxa yomoni omnye oguqukayo, ngapezu *kwovuyo olungabako* ngenxa yabalungileyo abangamashumi asitoba anesitoba, abangasweli uguquko. Nguwupina umfazi onemali ezilishumi ongayikuti, yakulahleka enye, alumeke isibane, ayitshayele indhlu, afune ngokukuteleyo, ade ayifumane? Ati akuyifumana, ahlanganise izihlobo nabamelwane bake, esiti, Vuyani nam, ngokuba ndifumene imali ebilahlekile. Nditi kuni, Lukwanjalo uvuyo ebusweni bengelosi zikaTixo, ngenxa yomoni omnye oguqukayo.

---

## EYESINE ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO ongumgcini wabo bonke abatembela kuwe, ekungeko nto enamandhla neyingcwele ngapandhle kwako; Zulwandise ulwongeze ufefe lwako kuti; size siti, ungumpati nomkokeli wetu nje, senjenjalo ukugqita kwinto ezikoyo, size siti ekugqibeleni singalahlekani nezingunapakade: Kwenze oku, Bawo wasezulwini, ngenxa yo-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma viii. 18.

NDITI ubunzima belixesha elikoyo abunakulinganiswa nobungcwalisa obuyakusi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

tyilelwa. Ngokuba ukulangazelela kwesidalo kulindela ukutyilwa kwonyana baka-Tixo. Ngokuba isidalo besinikelwe kokungendawo, kungengentando yaso, kodwa ngeyalowo osinikeleyo, ngetemba, lokuba isidalo naso siyakukululwa ebukobokeni bokwonakala, *singeniswe* kuyo inkululeko ekazimlayo yabantwana baka-Tixo. Ngokuba siyazi ukuba isidalo sonke siyagula, sive ubunzima kwada kwakaloku nje. Singesiso sodwa, kodwa nati esinolibo lwo-Moya *ka-Tixo* siyagula pakati kwetu, silindela ukwenziwa sibe ngabantwana bake, okukuti inkulululeko kwemizimba yetu.

*Ivangelana.* Luke vi. 36.

MANITI kaloku nibe nofefe, njengokuba uYihlo enofefe. Maningagwebi, naningayikugwetywa: ninganiki tyala, naningayikunikwa tyala: xolelani naniyakuxolelwa: yipani, naniyakupiwa; kwonikwa esifubeni senu isilinganiso esilungileyo, esinyanzelweyo, nesihlohliweyo, nesipalalayo. Ngokuba ngesilinganiso enilinganisa ngaso, nolinganiselwa kwa ngaso nani. Waza wateta umzekeliso kubo, *esiti*, Oyimfama angakokelwa ngoyimfama na? Abayikuwa emgongxweni bobabini na? Umfundi akangapezu kwomfundisi wake; kodwa osukuba efezekile woba njengomfundisi wake. Kanjalo yinina ukuba ukangele icetyana elisesweni somzalwane wako, kodwa ungawugqali umqadi okwelako iliso? Kanjako ungatinina ukuti kumzalwane wako, Mzalwane, makendikupe icetyana elisesweni lako, ungawuboni nje umqadi okwelako iliso? Sihanahanisi·



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndini, qala uwukupe umqadi osesweni lako, uze ubone kakuhle wakulikupa icetyana elisesweni somzalwane wako.

---

## EYESIHLANU ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

SIPE siyakutandaza, Nkosi, ukuba isimilo salomhlaba senjwenjalo ukugcinwa kukupata kwako ngoxolo, ukuze i-Kerike yako ikukonze ngovuyo nangokwonwaba ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Petrosi iii. 8.

MANITI nonke nibe nenkliziyonye, nisizana, nitandana njengabazalwane, nibe nobubele noncedo omnye kwomnye ; ningabuyisi ububi ngobubi, nokutuka ngokutuka ; kodwa *nibuyise* ngokutamsanqelisa ; nisazi ukuba nibizelwe oku, nize nibe zindhlilifa zetamsanqa. Ngokuba ofun'ukutanda ubomi, nokubona imihla emandi, makalutintele ulwimi lwake enkohlakalweni, nomlomo wake ungateti nkohliso : makayidele inkohlakalo, enze okulungileyo ; makalufune uxolo, alulandele. Ngokuba amehlo e-Nkosi apezu kwabalungisayo, nendhlebe zayo zivulelwe imitandazo yabo : kodwa ubuso be-Nkosi bulutshaba kwabenza inkohlakalo. Ngubanina oyakunenza nto ukuba ningabalandeli bokulungileyo ? Kodwa ukuba niyabandezeleka ngenxa yobulungisa, ninetamsanqa : ningazoyiki izisongelo zabo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ningabi navuso ; kodwa zingcwaliseleni i-Nkosi engu-Tixo ezinkliziyweni zenu.

*Ivangelana.* Luke v. 1.

KEKALOKU ke bakumxinezela abantu baze balive ilizwi lika-Tixo, wema ngaselwandhle lwase-Genesarete, wabona inqanawa zimbini zimi ngaselwandhle ; koko abatiyeli benklanzi bebepumile kuzo, behlanza intambo zabo. Waza wangena kwenye kwezonqanawa ebiyeka-Simone, wacela ukuba makashenxe kancinane emhlabeni : wati akuhlala pantsi, wabafundisa abantu esenqanaweni. Wati akuyeka ukuteta, wati ku-Simone, Shenxela enzulwini, nizihlisele inklanzi intambo zenu. Wapendula u-Simone wati kuye, Nkosi, besizama obubusuku bonke, asabamba nto ; kodwa noko ndoluhlisa utambo ngokwelizwi lako. Kwati bakuba beyenzile lonto, bavingcela into eninzi yenklanzi, lwaqauka notambo lwabo. Baza bakobela kubalingane babo abebekwenye inqanawa, ukuba beze ukubanceda. Beza bazizalisa zombini inqanawa zada zaqala ukutshona. Wati u-Simone Petrosi, akukubona oko, wawa pantsi ngasemadolweni ka-Yesu, esiti, Mka kum, Nkosi, ngokuba ndingumoni. Ngokuba wayemangalisiwe, nabo bonke abebenaye, bubuninzi benklanzi abebezibambile ; kwanjalo no-Yakobi no-Johane onyana baka-Zebede, abebengabalingane baka-Simone. Wati u-Yesu ku-Simone, Ungoyiki, emva kwoku uyakuba ngumbambi wabantu. Bati bakuba bebezizisile emhlabeni inqanawa zabo, bashiya konke, bamlandela.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## EYESITANDATU ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO, obalungisele abo bakutandayo into ezigqita ubulumko babantu ngokulunga kwazo; Galela ezinkliziywene zetu utando olungaka, lwokokuba sikutande pezu kwento zonke, sizizuze izitembiso zako, ezigqita konke ukunqwenela kwetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma vi. 3.

ANAZI na, ukuba bonke abakuti abebatizeshelwe ku-Yesu Kristu babatizeshelwa ekufeni kwake? Ngako oko singcwatyiwe ndawonye naye ngobatizesho ekufeni; size siti, njengokuba u-Kristu wayevuswe kwabafileyo ngobungcwalisa bo-Yise, kwanjalo sihambe nati ngenklalo entsha. Ngokuba ukuba sibandakanyisiwe naye ngofuza ukufa kwake, *sobandakanyiswa* ngokufuza ukuvuka kwake: sisazi oku, ukuba ubuntu betu obudala bukuruseshiwe ndawonye naye, uze umzimba wesono utshatyalaliswe, size emva kwoku singabisakonza isono. Ngokuba ofileyo ukululekile esonweni. Kodwa ukuba sifile ndawonye no-Kristu; siyakolwa ukuba siyakubudhla ubomi ndawonye naye: sisazi ukuba u-Kristu evusiwe nje kwabafileyo, akasafi; ukufa akusenabukosi pezu kwake. Ngokuba ewaka wafa nje, wafela isono kwakanye; kodwa ehleli nje, uhlalele ku-Tixo. Kwanjalo nina zibaleleni



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngokungati nifile kanye ngokwesono, kanti nihleli ku-Tixo ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu.

*Ivangelana.* Mateyu v. 20.

WATI u-Yesu kubadisipile bake, Ukuba ubulungisa benu abugqiti ubulungisa bababali nabafarisi, aniyikuza ningene Ebukumkanini bezulu. Nivile okokuba bekutiwe kubadala, Ungabulali ; nosukuba ebulala uyakuba semgcipekweni womgwebo. Kodwa mina nditi kuni, osukuba equmbela umzalwane wake, kungeko tuba, uyakuba semgcipekweni womgwebo : nosukuba eyakuti kumzalwane wake, Raka, uyakuba semgcipekweni wepakati : kodwa osukuba eyakuti, Gezandini, uyakuba semgcipekweni womlilo wesihogo. Ngako oko wakuzisa umnikelo wako elatareni, ukumbule kona ukuba umzalwane wako unento ngakuwe ; wushiye apo umnikelo wako pambi kwelatare, uhambe, uxolelane nomzalwane wako kuqala, wandule uze unikele umnikelo wako. Vumelana kamsinya nomangaleli wako, usendhleleni naye ; hleze umhlaimbi umangaleli wako akunikele kumgwebi, ati umgwebi akunikele kumsila, uposelwe entolongweni. Ngokwenene nditi kuwe, Akusayikuz' upume kona, ude uhlaule nemalana yokugqibela.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## EYESIXENXE ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI yawo onke amandhla, ongumdali nomniki wazo zonke izinto ezilungileyo; Milisela ezinkliziyweni zetu utando lwegama lako, wongeze kuti inkonzo eyinene, usondhle ngako konke ukulunga, uze usigcine sihlale ngako ngofefe lwako olukulu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma vi. 19.

NDIYATETA ngokwabantu, ngenxa yobutataka bobuntu benu: ngokuba njengokuba niwanikele amalungu enu abe zizicaka zobuncola nenkohlakalo; kwanjalo wanikeleni ngoku amalungu enu abe zizicaka zobulungisa, bube bubungcwele. Ngokuba oko benizizicaka zesono, beningenzi ngobulungisa. Benizuza ntonina kwezonto eninenkloni ngazo ngoku? ngokuba isipelo sezonto kukufa. Kodwa kalokunje nikululekile nje esonweni, naba zizicaka ku-Tixo, ninenzuzo yenu ebubungcwele, nasekupeleni ubomi obungunapakade. Ngokuba umvuzo wesono kukufa: kodwa isipo sika-Tixo bubomi obungunapakade ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu.

*Ivangelana.* Maraki viii. 1.

KWATI ngalomihla isihlwele sisikulu nje, singenakutya, u-Yesu wabiza abadisipile bake wati kubo, Ndibetwa lusizi ngenxa yesihlwele, ngokuba sekuntsuku ntatu sinam



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

singenanto singayidhlayo: ukuba ndiyabandulula bagoduke bezila, bayakuwa endhleleni: ngokuba ivela kude inxenye. Bampendula abadisipile bake bati, Umntu angati nina ukubahlutisa ngesonka enklango apa? Wababuza, *esiti*, Ninezonka ezingapina? Bati, Zisixenxe. Waza wabaxelela abantu ukuba mabahlale pantsi emhlabeni. Waza wazitabata izonka zosixenxe, wabulela, waqezula, wanikela kubadisipile baze babeke pambi kwabo; baza bazibeka pambi kwabantu. Bebenazo nenklanzana ezincinane; waza watamsanqelisa, waxela ukuba mazibekwe pambi kwabo nazo. Baza badhla, bahluta: bawacola amaqekeza aseleyo izitya zisixenxe zizele. Abebedhlile bebengati bangamawaka amane. Waza wabandulula.

---

## EYESIBOZO ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO, oti ngokunonelela kwako ungayeki ukuzilungisa into zonke ezisezulwini nezisemhlabeni; Siyakutandaza ngokululamileyo okokuba ususe kuti zonke izinto ezingasonayo, usipe ezonto ezingasincedayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma viii. 12.

BAZALWANE, singabanetyala, kungekuyo inyama, lokuba sihlale ngokwenyama. Ngokuba, ukuba nihleli ngokwenyama, niyakufa; kodwa ukuba niti ngo-Moya nitshaba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lalise imisebenzi yomzimba, niyakudhla ubomi. Ngokuba abasukuba bakokelwe nguMoya ka-Tixo, bangonyana baka-Tixo. Ngokuba ningazuzanga umoya wobukoboka nize noyike ; kodwa nizuze umoya wobusapo, esidanduluka ngawo, sisiti, Abba, Bawo. UMoya ngokwake uyanqinela ndawonye nomoya wetu, okokuba singabantwana baka-Tixo : ukuba singabantwana, kukona sizindhlilifa ; sizindhlilifa zika-Tixo, nendhlilifa ndawonye no-Kristu : ekokubeni sisiva ubunzima ndawonye naye, size singcwaliswe ndawonye naye.

*Ivangelana.* Mateyu vii. 15.

BALUMKELENI abaprofite ababuxoki, abezayo kuni bevete izikumba zegusha, kanti ngapakati bazincuka eziqwengayo. Niyakubazi ngeziqamo zabo : kukiwa izaqoni ezinkangeni na, namakiwane emakakakakakeni na? Kwanjalo yonke imiti elungileyo iyavelisa iziqamo ezilungileyo, nemiti emibi iyavelisa iziqamo ezibi. Umti olungileyo awunakuvelisa iziqamo ezibi, nomti ombi awunakuvelisa iziqamo ezilungileyo. Yonke imiti ingavelisiyo iziqamo ezilungileyo iyagaulwa, iposelwe emlilweni. Ngako oko niyakubazi ngeziqamo zabo. Asingabo bonke abatshoyo kum ukuti, Nkosi, Nkosi, abayakungena Ebukumkanini bezulu; kodwa ngoyenzayo intando ka-Bawo osezulwini.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## EYESITOBA ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

ZUSIPE Nkosi, siyakutandaza, umoya wokucinga nokwenza into ezilungileyo ngawo onke amaxesha; size siti, esingenakwenza nto elungileyo ngapandhle kwako, sibe namandhla okuhlala ngokwentando yako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte x. 1.

BAZALWANE, andifuni ukuba nibe ningazi, okokuba bonke obawo betu bebengapantsi kwelifu, bonke bacanda ulwandhle; bonke babatizeshelwa ku-Mosesi elifini naselwandhle; badhla bonke kwa okokudhla okwomoya, basela bonke kwa oloselo lwomoya: (ngokuba basela kwolulwalwa lwomoya obelubalandela; nololwalwa belungu-Kristu.) Kodwa u-Tixo ebengakolwa ngabaninzi kubo; ngokuba babecitakalisiwe enklango. Ezizinto ke beziyimilinganiso kuti, size singanqweneli inkohlakalo, njengokuba bebenqwenela bona. Ningabi ngababedeshi bezitixo, njengenxenye yakubo; njengokuba kubaliwe *ngokutiwa*, Abantu bahlala pantsi ukudhla nokusela, bandul' ukusuka badude. Kanjalo masingenzi umbulo, njengenxenye yabo bawenzayo, baza bawa ngamininye abangamawaka amashumi amabini anantatu. Masingamhendi u-Kristu, njengokuba bamhendayo inxenye yabo, babulawa zinyoka. Ize ninga*r*o*r*i, njengokuba bebe*r*o*r*a inxenye yabo, batshatyala-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

liswa ngumtshabalalisi. Zonke ezinto ke zabahlela zize zibe yimilinganiso, zibalelwe ukuyalwa kwetu, esihlelwe kukupela kwomhlaba. Ngako oko lowo oti uyema makalumke hleze awe. Akuko sihendo esinihleleyo, esingabahlelanga abantu bonke: kodwa u-Tixo ungowenene, engayikunivuma ukuba nihendwe pezu kwamandhla enu; kodwa uyakuti, kunye nokuhendwa kwenu, anenzele indhlela yokusinda, nize nibe nokunyamezela.

*Ivangelana.* Luke xvi. 1.

WATI u-Yesu kubadisipile bake, Bekuko isityebi esitile ebesinegosa, elanikwa ityala pambi kwaso lokokuba belizicitile impahla zaso. Saza salibiza sati kulo, Kute nina ukuba ndive oku ngawe? Yenza ingxelo yobugosa bako; ngokuba akusenako ukuba ligosa. Laza igosa lati pakati kwalo, Ndiyakutinina? inkosi yam indihluta ubugosa nje: ukusebenza andikwazi, ukunqiba ndikudanele. Sendiyazi into endiyakuyenza, baze bati, ndakukutshwa ebugoseni, bandamkele ezindhlwini zabo. Laza labiza bonke abebenetyala enkosini yalo, lati kowokuqala, Unetyala lentonina enkosini yam? Wati, Lelezilinganiso ezilikulu zeoli. Lati kuye, Tabata incwadi yako, uhlale pantsi kamsinya, ubale amashumi abe mahlanu. Lati komnye, Ityala lako lelentonina? Wati, Lelezilinganiso ezilikulu zenqolowa. Lati kuye, Tata incwadi yako, ubale amashumi asibozo. Yati inkosi yalincoma igosa elikohlisayo, ngokuba belenzile ngobulumko: ngokuba usapo lwalomhlaba kwisizukulwana salo lulumkile



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kwosapo lwokukanya. Nditi kuni, Ize nenjenjalo ukuzenzela izihlobo ngobutyebi bokungalungileyo ; ukuze nakupela, namkelwe ezinklalweni ezingunapakade.

---

## EYESHUMI ICAWA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

MAZITI indhlebe zofefe lwako, Nkosi, zivulelwe imitandazo yezicaka zako ezilulamileyo ; nokuze zizuze izicelo zazo, zenze ukuba zicele into ozitandayo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte xii. 1.

BAZALWANE, andifuni ukuba nibe ningazi ngazo izipo zo-Moya. Niyazi ukuba beningabaheyideni, nilandela izitixo ezingatetiyo, njengokuba benikokelwa ngako. Ngako oko ndiyanishumayeza okokuba akuko otetayo ngo-Moya ka-Tixo, ongati u-Yesu ngoqalekisiweyo ; akuko nongati u-Yesu uyi-Nkosi ongatsho ngo-Moya Oyingcwele. Kuko izipo ngezipo, koko u-Moya emnye. Kuko inkonzo ngenkonzo, koko i-Nkosi inye. Kuko imisebenzi ngemisebenzi, koko ngu-Tixo emnye, okwenzayo konke kubo bonke. Kodwa bonke basipiwe isibonakaliso zo-Moya baze bazuze uncedo ngaso. Ngokuba omnye upiwa ngu-Moya ilizwi lobulumko ; ati omnye *apiwe* ilizwi lokwazi kwa ngu-Moya lowo ; ati omnye *apiwe* ukolo kwa ngu-Moya lowo ; ati omnye



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*apiwe* izipo zopiliso kwa ngu-Moya lowo; ati omnye *apiwe* ukwenza imimangaliso; ati omnye *apiwe* ukuprofitesha; ati omnye *apiwe* ukuqonda omoya; ati omnye *apiwe* inteto ngenteto; ati omnye *apiwe* ukukumsha inteto. Kodwa zonke ezinto zenziwa kwa ngulo-Moya emnye, ebabela abantu ngabantu ngokutanda kwake.

*Ivangelana.* Luke xix. 41.

WATI akusondela, wasibona isixeko, wasililela esiti, Hayi ukuba ubusazi kwa wena, nangalemini yako, into zoxolo lwako! koko kalokunje zifihliwe emehlweni ako. Ngokuba imihla iyakufika pezu kwako, yokuba intshaba zako zikujikeleze ngodonga, zikungqonge, zikuvingcele emacaleni onke, zikukahlele emhlabeni, nabantwana bako pakati kwako; zingashiyi nalinye ilitye elipezu kwelinye; ngokuba ubungalazanga ixesha lokwohlwaywa kwako. Waza wangena etempileni waqala ukukupa abebetengisa nabebetenga kona, esiti kubo, Kubaliwe *ngokutiwa*, Indhlu yam iyindhlu yomtandazo: kanti nina niyenzile yangumngxuma wamasela. Waza wafundisa etempileni imihla ngemihla.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINANYE KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO, okolisa ukubonakalisa amandhla ako ngobubele nangotaru; Zusipe ngobubele ufefe lwako, size siti sihamba endhleleni yemi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

teto yako, sizuze izitembiso zako, sibe ngabamkeli bendyebo yako yasezulwini ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte xv. 1.

BAZALWANE, ndiyaniqondisa ivangeli endayishumayela kuni, nayamkela, nangokunimi kuyo : eningasindiswa ngayo, ukuba niligcina ilizwi endandilishumayela kuni, ukuba anafumana nakolwa. Ngokuba bendininikele kuqala, oko endakuzuzayo nam, okokuba u-Kristu wafela izono zetu, njengokuba bekubaliwe, nokokuba wangcwatywa ; nokokuba ubuye wavuka ngomhla wesitatu ngokwezibalo ; nokokuba wabonwa ngo-Kefasi, nangabalishumi elinababini : emva kwoko, wabonwa ngabazalwane bengapezu kwamakulu amahlanu ngaxesha linye ; abaninzi kubo besahleli nanamhla, koko abanye sebelele ; emva kwoko wabonwa ngu-Yakobi ; andul' ukubonwa ngaba-Postile bonke ; wati ngokugqibela, wabonwa ndimi, njengozelweyo lingekabiko ixesha lake. Ngokuba ndingomncinane kuba-Postile bonke, endingafanele nokuba ndibizwe *ngokutiwa* ndingum-Postile, ngokuba bendiyizinga i-Kerike ka-Tixo. Kodwa ngofefe luka-Tixo ndiyinto endiyiyo : nofefe lwake lwangakum alwafana lwabako ; kodwa ndisebenzile pezu kwabo bonke, koko kungendim, kulufefe luka-Tixo obelupakati kwam. Ngoko nokuba ndim nokuba ngabo, senjenjalo ukushumayela, nani nenjenjalo ukukolwa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Ivangelana.* Luke xviii. 9.

WAZA u-Yesu wateta lomzekeliso kubatile abebezitembela ukuba bebengabalungileyo, bebadela abanye: Bekuko abantu ababini abebenyukela etempileni ukuya kutandaza; omnye ebengumfarisi, omnye ebengumbuti weminikelo. Wema umfarisi watandaza pakati kwake ngokuti, Tixo ndiyakubulela, okokuba ndingenjengabanye abantu, abangabapangi, nabangaboni, nabangaba*r*exezi, ndingenjengaye nalombuti weminikelo: ukudhla ndikuzila kabini ngecawanye, ndiyanikela izahlulo zeshumi zako konke endinako. Koko umbuti weminikelo, emi kude, akabanako nokupakamisa amehlo ake ngasezulwini, koko wabeta esifubeni sake, esiti, Tixo, yiba nota*r*u pezu kwam endingumoni. Ndiyanixelela ukuba lomntu wehlela endhlwini yake egwetyelwe ngapezu kwomnye: ngokuba osukuba ezipakamisa uyakutotywa; nozitobayo uyakupakanyiswa.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINAMBINI KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, ohlal' ungxamel' ukuva ngapezu kwokungxamela kwetu ukutandaza, ohlal' usipa ngapezu kwokunqwenelwa nokufanelwa siti; Galela pezu kwetu ubuninzi bobubele bako; usixolele ezonto ezoyikwa zinkliziyo zetu, usipe ezonto ezilungileyo esingafanele ukuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

sizicele, kupele ngemfanelo nokusitetelela ku-ka-Yesu Kristu u-Nyana wako i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 2 Kuma-Korinte iii. 4.

ELI litemba esinalo ku-Tixo ngaye u-Kristu: kungekukuba sinamandhla okuqonda into ngokwetu; kodwa amandhla etu avela ku-Tixo. Owasenza sibe ngabafundisi abanamandhla bocebano olutsha; singengabo abegama, singabo abo-Moya: ngokuba igama libulala, koko u-Moya unika ubomi. Kekaloku ke ukuba ubukonzi bokufa bubaliwe ngamagama ematyeni bebunobungcwalisa, okokuba usapo lo-Sirayeli bukohlwe nokukangela ebusweni buka-Mosesi ngenxa yobungcwalisa bobuso bake, obobungcwalisa bebuyakupela nje; iyakuba ngcwele kangakananina ngakumbi inkonzo yo-Moya? Ngokuba ukuba inkonzo yokugwetywa inobungcwalisa, kukona inkonzo yobulungisa iyakuyigqita kakulu ngobungcwalisa.

*Ivangelana.* Maraki vii. 31.

WABUYA u-Yesu wapuma emideni ye-Tire ne-Sidone, wafika elwandhle lwase-Galili, ecanda emideni yase-Dekapolisi. Baza bazisa kuye isitulu esitintitayo; bamtandaza okokuba abeke isandhla sake pezu kwaso. Waza wasishenxisa esihlweleni, wafaka iminwe yake ezindhlebeni zaso, watshica, wacukumisa ulwimi lwaso; wati ekangela ngasezulwini, wagula, wati kuso, Efata, okukuti, Vuleka. Zaza indhlebe zaso zavuleka kwa ngeloxe-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

sha, nengqambu yolwini lwaso yakululeka, saza sateta kuhle. Wabayaleza okokuba mabangaxeleli namntu: kodwa ebayaleza nje, kukona bashumayelayo ngakumbi lonto; bamangaliswa kakulu, besiti, Uzilungisile into zonke; wenze okokuba izitulu zive, nezidenge zitete.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINANTATU KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, onobubele, okupela kwowenzayo okokuba abantu bako abanyanisekileyo bakukonze ngenene nangokulungileyo; Zusipe, siyakutandaza, okokuba sikukonze ngokwenene kobubomi, size siti ekugqibeleni, sizifumane izitembiso zako zasezulwini; ngazo imfanelo zika-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Galate iii. 16.

IZITEMBISO bezenziwe ku-Abrahame nakwinzalo yake. Akatsho ukuti, Nakwinzalo *zako*, ngokungati zininzi; kodwa ngokungati inye, *esiti*, Nakwinzalo yako, engu-Kristu. Kekaloku nditi, Ucebano, obeluqiniselwe ngapambili ngu-Tixo ngaye u-Kristu, alunakucitwa ngumteto, obewenziwe emva kweminyaka emakulu amane anamashumi amatatu, size isitembiso singabi namandhla. Ngokuba ukuba ilifa lingawo umteto, alisengaso isitembiso; kodwa u-Tixo walinika ku-Abrahame ngesitembiso. Pofu umteto ngowo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kwenza ntonina? Walekelwe ngenza yezigqito, ide ifike inzalo isitembiso besenzelwe kuyo; wawumiselwa ngazo ingelosi esandhleni somlamli. Kekaloku umlamli asinguye ngowomntu abemnye, kodwa u-Tixo ngumnye. Umteto walene nezitembiso zika-Tixo yinina? Makungabi njalo: ngokuba ukuba bekunikiwe umteto onokupa ubomi, ngokwenene ubulungisa ngebuze ngawo umteto. Kodwa Isibalo sibabeke bonke pantsi kwesono, size isitembiso esingayo inkolo ka-Yesu Kristu sinikwe kubakolwayo.

*Ivangelana.* Luke x. 23.

ANETAMSANQA amehlo abona izinto enizibonayo nina. Ngokuba ndisiti kuni, Bebebaninzi abaprofite nokumkani abebenqwenela ukuzibona into enizibonayo nina, kanti abazibonanga, nokuziva ezonto enizivayo nina, kanti abazivanga. Kwesuka umqondisimteto otile, wamlinga, esiti, Mfundisi, ndiyakwenza ntonina ndize ndidhle ilifa lobomi obungunapakade? Wati kuye, Kubalwe ntonina emtetweni? Ulesesha ngokutinina? Wapendula wati, Yitande i-Nkosi u-Tixo wako ngayo yonke inkliziyo yako, nangawo wonke umpefumlo wako, nangawo onke amandhla ako, nangayo yonke ingqondo yako; nomelwane wako njengokuzitanda kwako. Wati kuye, Ulungisile ukupendula; kwenze oku, wauyakudhla ubomi. Koko yena efun' ukuzitetelela, wati ku-Yesu, Umelwane wam ungubanina? Wati u-Yesu ukupendula, Umntu otile wehlela e-Jeriko evela e-Yerusaleme,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

waza wahlangana namanyangaza, awampaqgayo, ambeta nokubeta, emka, amshiya eza kufa. Kwaza kwehla umpriste otile ngaleyondhlela, wati, akumbona, wegqita ngelinye icala. Kanjalo nom-Levi akufika kulondawo, weza wabonela, wegqita ngelinye icala. Kodwa um-Samariya otile, ehamba, wafika apo ebekona; wati akumbona, wabetwa lusizi ngaye, waya kuye, wawabopa amanxeba ake, egalela ioli neveyine, wambeka ehasheni lake, wamsa entangeni, wamondhla. Wati kwakusa, akumka, wa*r*ola imali ezimbini, wazinika kumninintanga, wati kuye, Zumgcine; nento oyicitayo ngaye ngapandhle kwoku, ndiyakuti, ndakubuya ndifike, ndiyibuyisele kuwe. Kekaloku uti wena, ngowupina kwababatatu obe ngumelwane kobehlangene namanyangaza? Wati, Ngulowo owamsizayo. Wati u-Yesu kuye, Hamba, wenjenjalo nawe.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINANE KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, Yandisa kuti ukolo, netemba, notando; zuti, ukuze sizuze oko ubusitembise ngako, usenze okokuba sikutande oko usiyale ngako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Galate v. 16.

NDITI kaloku, Hambani ngo-Moya *ka-Tixo*, naningayikuyenza inkanuko yenyama.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ngokuba inyama yalene no-Moya, inkanuko zayo, no-Moya walene nenyama, inkanuko zawo ; ezizombini ke zahlukene enye kwenye ; nize ningabi nako ukuzenza ezonto ebeninge ningazenza. Kodwa ukuba nikokelwa ngo-Moya, anipantsi kwomteto. Kekaloku imisebenzi yenyama iyabonakala, eyokuti, uku*r*exeza, umbulo, ubuncola, inkanuko ezikohlakeleyo, ubedesho lwezitixo, ubugqwi*r*a, utiyano, impikisano, ubukwele, umsindo, uncetezo, izahlukano, imfundiso zobuxoki, umona, umbulalo, ukunxila, imihlali emibi, nezinto ezinjalo : endinixelela ngazo, njengokuba bendinixelele ngexesha langapambili, Okokuba abenza into ezinjalo abasayikulidhla ilifa lobukumkani buka-Tixo. Kodwa iziqamo zo-Moya zilutando, uvuyo, uxolo, ukuqumba kade, ububele, ukulunga, ukolo, ululamo, ubungcatu, ezi ke azalene namteto. Nabaka-Kristu bayikuruseshile inyama ndawonye nenkanuko nenqwenelo zayo.

*Ivangelana.* Luke xvii. 11.

WATI u-Yesu esiya e-Yerusaleme, wacanda e-Samariya ne-Galili. Kwati esangena emzini otile, kwahlangana naye amadoda alishumi abengamaleperi, abema kude. Bapakamisa amazwi abo bati, Yesu, Nkosi, yiba nosizi pezu kwetu. Waza akubabona, wati kubo, Hambani, niye kuzibonisa kubapriste. Baza bati, besahamba, bahlambuluka. Wati omnye wakubo, akubona ukuba ebepilisiwe, wabuya, wamdumisa u-Tixo ngelizwi elikulu, wawa pantsi ngobuso ngasezinyaweni zake, embulela;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wayengum-Samariya yena. Wati u-Yesu ngokumpendula, Bekungahlanjululwanga abalishumi na? bapina ke abasitoba? Akuko ababuyileyo ukuza kumdumisa u-Tixo, ngapandhle kwalomntu owasemzini. Waza wati kuye, Vuka, uhambe, ukolo lwako lukupilisile.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINANKLANU KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

SIYAKUTANDAZA, Nkosi, okokuba uyigcine i-Kerike yako ngofefe lwako olungapeliyo: uze uti, ngenxa yokuba ubutataka bobuntu betu bungenakwenza nto ngapandhle kwako, uhlale usigcina ngoncedo lwako kuzo zonke izinto ezingasenzakalisayo, usise entweni zonke ezingaluncedayo usindiso lwetu; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Galate vi. 11.

BONANI ukuba nkulu kwayo incwadi endinibaleleyo ngesandhla sam. Bonke abafun' ukubonakala kuhle enyameni, bayaninyanzela ukuba naluke; hleze bazingwe ngenxa yekuruse ka-Kristu. Ngokuba nabalukileyo abawugcini umteto; kodwa bafuna ukuba naluke, baze baqayisele enyameni yenu. Mina ke mandingabi nako ukuqayisela, kupela ngayo ikuruse ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ekungaye kukuruseshiwe kum umhlaba wonke, nam ndikuruseshiwe kumhlaba. Ngokuba ku-Kristu Yesu ukwaluka akuyonto, noku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngaluki *akuyonto,* kodwa eyona nto sisidalwa esitsha. Nakubo bonke abahamba ngomteto lo, maluti uxolo nota*r*u lube pezu kwabo, napezu kwo-Sirayeli baka-Tixo. Emva kwoku makungabiko ondikatazayo, ngokuba nditwele emzimbeni wam impawu ze-Nkosi u-Yesu. Bazalwane, ufefe lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu malube nomoya wenu. Amen.

*Ivangelana.* Mateyu vi. 24.

AKUKO ongakonza inkosi mbini: ngokuba uyakuti atiye enye, atande enye; ati umhlaimbi abambelele kwenye, ayidele enye. Aninakukonza u-Tixo ndawonye nobutyebi. Ngako oko nditi kuni, Ningatukutezeleli ubomi benu, into eniyakuyidhla, nento eniyakuyisela; nokwomzimba wenu, into eniyakuyambata: Ubomi abungapezu kwokudhla na, nomzimba awungapezu kwengubo na? Gqalani intaka zezulu; ngokuba azihlwayeli, azivuni, zingabuteli naseziseleni; kanti u-Yihlo osezulwini uyazipa ukudhla. Aningapezu kwazo na ngokulunga? Ngowupina kuni ongati ngotukutezo ongezelele ebudeni bake isilinganiso sibe sinye? Yinina ukuba nitukutezelele izivato? Qondani intyatyambo zasendhle ukuhluma kwazo: azisebenzi, azisonti: kanti noko nditi kuni, Ukuba u-Solomone kubo bonke ubungcwalisa bake wayengavatiswanga njengenye kwezi. Ngako oko ukuba u-Tixo wenjenjalo ukuvatisa ingca yasendhle, eti namhla ibeko, iti ngomso iposelwe eziko; akayikunivatisa ngokungapezulu na, nina balukolo oluncinane? Ngako oko ningabi naxala



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lokuti, Siyakudhla ntonina? siyakusela ntonina? siyakwambata ntonina? (ngokuba zonke ezizinto ziyangxanyelwa ngabaheyideni :) ngokuba u-Yihlo osezulwini uyazi ukuba niziswele zonke ezizinto. Kodwa funani kuqala ubukumkani buka-Tixo, nobulungisa bake, zaziyakuti zonke ezizinto zongezelelwe kuni. Ngako oko ningatukutezeleli imini yangomso; ngokuba imini yangomso iyakuzitukutezelela okwayo: ububi bamininye banele kwa yona.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINESITANDATU KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakutandaza okokuba utaru lwako maluhlale luyihlambulula luyigcina i-Kerike yako, uze uti, ngenxa yokuba ingenakuhlala ngokulungileyo ngapandhle kwoncedo lwako, yigcine ngamaxesha onke ngoncedo nangobubele bako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese iii. 13.

NDIYANIKUNGA okokuba ningazilileli imbandezelwa zam endizivayo ngenxa yenu, ziludumo lwenu nje. Ngenxa yoku ndiyaguqa ngamadolo pambi kwo-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ekubizwa ngaye lwonke uhlanga olusezulwini nasemhlabeni, okokuba anipe ngobutyebi bobungcwalisa bake, ukuba nomelezwe kakulu ngapakati kwenu ngo-Moya wake; aze u-Kristu ahlale



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ezinkliziyweni zenu ngokolo; nize niti, niqinisiwe nisekelwe elutandweni nje, nibe nokuqonda ndawonye nabangcwele bonke, ukuba kungakananina ububanzi, nobude, nobunzulu, nobukulu; nokulwazi utando luka-Kristu, olugqitisileyo kuko konke ukuqonda, nize nizaliseke kuyo yonke inzaliseko ka-Tixo. Makuti kaloku konako ukwenza ngapezu kwako konke esingakucelayo nesingakukumbulayo, ngawo amandhla asebenzayo kuti, makuti kuye kubeko udumiso e-Kerikeni, ngaye u-Kristu Yesu, ngamaxesha onke, kude kube ngunapakade. Amen.

*Ivangelana.* Luke vii. 11.

KWATI ngemini elandelayo, u-Yesu waya emzini okutiwa yi-Nayime; baza abaninzi kubadisipile bake bahamba naye, ndawonye nabantu abaninzi. Kekaloku akusondela esangweni lomzi, bekutwalelwa pandhle umntu ofileyo, okupela kwonyana wonina, wayengumhlolokazi yena; bekuko nabantu abaninzi balomzi ndawonye naye. Yati i-Nkosi yakumbona yabetwa lusizi ngenxa yake, yati kuye, Ungalili. Yeza yacukumisa itala, (baza abebemtwele bema,) yati, Mfana, nditi kuwe, Vuka. Wesuka ofileyo wahlala, waqala ukuteta: yaza yamnikela kunina. Kwaza kwehla ukwoyika pezu kwabo bonke, baza bamdumisa u-Tixo, besiti, Umprofite omkulu uvukile pakati kwetu, *nokuti,* U-Tixo utyelele ebantwini bake. Lwavakala udumo lwalento kuyo yonke i-Judeya, nakulo lonke ilizwe elingakona.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICAWA EYESHUMI ELINESIXENXE KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakutandaza okokuba ufefe lwako małuhlale lusikokela lusilandela, lusenze ukuba sihlale sizinikela kuyo yonke imisebenzi elungileyo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese iv. 1.

MINA kaloku endingumbanjwa we-Nkosi ndiyanikunga, ukuba nihambe ngokufanelwe kukubizwa enibizwa ngako, *nibe* nolulamo nokutobeka konke, nokuqumba kade, ninyamezelana ngotando ; ningxamel' ukugcina imvumelano yo-Moya ngesibandakanyiso soxolo. Kuko umzimba omnye, no-Moya omnye, njengokuba nibiziwe ngetemba lilinye lokubizwa kwenu ; i-Nkosi inye, inkolo inye, ubatizesho lunye, emnye u-Tixo no-Yise wabo bonke, ongapezu kwabo bonke, ongabo bonke, ekuni nonke.

*Ivangelana.* Luke xiv. 1.

KWATI akungena u-Yesu endhlwini yomnye kubafarisi abakulu ukuba adhle isonka ngemini yesabata, wagqalwa ngabo. Bekuko nomntu pambi kwake obenesifo samanzi. Wapendula u-Yesu wateta kubaqondisimteto nabafarisi, esiti, Kulungile na ukupilisa ngemini yesabata ? Bati tu. Waza wamtabata, wampilisa, wamndulula ; wabapendula esiti, Ngo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wupina kuni oyakuti, enehashe nokuba yinkomo yeyele emngxunyeni, ongayikuyi*r*ola ngemini yesabata? Baza bakohlwa kukumpendula ezizinto. Waza wateta umzekeliso kubamenyiweyo, akubona ukuketa kwabo izihlalo zobukosi, esiti kubo, Wakumenywa ngumntu ukuya emtshatweni, ungahlali esihlalweni sangasenkla; hleze kufike omenyiwe nguye ongapezu kwako ngobukosi, aze ati okumemileyo wena nalowo eze ati kuwe, Mnike lomntu indawo; wandul' ukuti wena ngokudana uye kuhlala esihlalweni sasezantsi. Kodwa wena wakumenywa, zuye kuhlala kwesisezantsi isihlalo; kuze kuti kwakufika okumemileyo, ati kuwe, Sihlobo, nyukela enkla: wandul' ukuba nodumo ebusweni babadhlelana nawe. Ngokuba osukuba ezipakamisa uyakutotywa; nozitobayo uyakupakanyiswa.

---

## ICAWA EYESHUMI ELINESIBOZO KWEZILANDELA EYO-MTRINITA.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakutandaza okokuba ubape abantu bako ufefe lwokuba bazoyise izilingo zomhlaba, nezenyama, nezo-Satane, bati ngenkliziyo ezingcwele balandele wena, ongu-Tixo wedwa; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 1 Kuma-Korinte i. 4.

NDIHLALA ndimbulela u-Tixo wam ngenxa yenu, ngofefe luka-Tixo enilupiwe lona ngaye u-Yesu Kristu; lwokuba entweni zonke



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nityetyiswe nguye, ekuteteni nasebulumkweni bonke, njengokuba isingqino sika-Kristu besiqiniselwe pakati kwenu ; nize ningasweli nasinye isipo ; nilindele ukufika kwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, oyakunomeleza kude kube sekupeleni, nize ningabi natyala ngemini ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu.

*Ivangelana.* Mateyu xxii. 34.

BATI abafarisi bakuva ukuba u-Yesu ebeboyisile abasadusi, bahlanganisana ndawonye. Waza omnye wakubo obengumqondisimteto, wambuza, emlinga, esiti, Mfundisi, nguwupina umyalelo omkulu emtetweni? Wati u-Yesu kuye, *Ngowokuti*, Yitande i-Nkosi engu-Tixo wako ngayo yonke inkliziyo yako, nangawo wonke umpefumlo wako, nangayo yonke ingqondo yako. Lo ngumyalelo owokuqala nomkulu. Nowesibini ufana kwa nawo, *ongowokuti*, Mtande nomelwane wako njengokuzitanda kwako. Kulemiyalelo mibini kubambelele wonke Umteto naba-Profite. Kwati abafarisi besabutene ndawonye, u-Yesu wababuza, esiti, Nitinina ngaye u-Kristu? ngunyana kabanina? Bati kuye, Ungunyana ka-Davide. Wati kubo, kute nina pofu ukuba u-Davide ngomoya ambize ngokuti Nkosi, esiti, I-NKOSI yati e-Nkosini yam, Hlala wena ngasekunene kwam, ndide ndenze intshaba zako zibe sisitulo senyawo zako? Ukuba u-Davide uyambiza ngokuti Nkosi, angatinina ukuba ngu-Nyana wake? Akwabiko namntu obenako ukumpendula nalinye ilizwi ; nasemva kwoko akwabisabiko mntu ongambuzayo nanye into.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICAWA EYESHUMI ELINESITOBA KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO, njengokuba singenakukukolisa ngapandhle kwoncedo lwako; Zuwenze ngofefe okokuba u-Moya wako Oyingcwele azipate azilungise inkliziyo zetu entweni zonke; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese iv. 17.

OKU endikutetayo ndiyakuteta ndikunqinele e-Nkosini, ndisiti ukuba maningabi sahamba njengoko abanye abaheyideni behamba ngako, ngokungendawo kwenkliziyo yabo; benengqondo emnyama, bepambene nobomi buka-Tixo ngokungazi kwabo ngenxa yobumfama obusenkliziyweni zabo; abati, bengasenakuva nje, bazinikele enkohlakalweni yonke, baze benze ubuncola bonke njengokubungxamela kwabo. Kodwa nina animfundanga u-Kristu ngokunjalo; ukuba kambe nimvile nafundiswa nguye kanjako, njengokwenyaniso ekuye u-Yesu: okokuba nilahle umntu omdala wenklalo yenu yangapambili onakeleyo ngokufanelwa zinkanuko zenkohliso, ukuze umoya wenkliziyo zenu wenziwe kutsha; nize nambate umntu omtsha odaliweyo ngomfanekiso ka-Tixo ekulungeni nasebungcweleni obuyinene. Ngako oko kulahleni ukuxoka, nitete nonke inyaniso nabamelwane benu: ngokuba singamalungu omnye kwomnye. Qumbani, ningoni: malingatshoni ilanga pezu kwengqu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbo yenu: nize ningamnikeli indawo u-Satane. Obesiba makangabuyi ebe; kodwa makasebenze, enze okulungileyo ngezandhla zake, aze abe nokumpa osweleyo. Makungapumi ilizwi elikohlakeleyo emlonyeni wenu, kodwa *kuteteni* okulungileyo, kube luncedo, luze lunikele ufefe kubabevi belizwi. Nize ningamoni u-Moya Oyingcwele ka-Tixo, eniqiniswa nguye ide ibeko imini yenkululeko. Mabuti bonke ubu*r*a*r*a, nomsindo, nengqumbo, nokungxola, nokugxeka, nawo wonke umona, bulahlwe kuni. Nize nibe nesisa omnye kwomnye, nibe nobubele, nixolelana, njengokuba u-Tixo enixolele ngenxa yake u-Kristu.

*Ivangelana.* Mateyu ix. 1.

U-YESU wangena enqanaweni, wawela, wafika esixekweni sakowabo. Baza bazisa umntu obenesifo sokushwabana, elele elukukweni. Waza u-Yesu ebona ukolo lwabo, wati konesifo sokushwabana, Nyana, yonwaba, uzixolelwe izono zako. Baza ababali inxenye bati pakati kwabo, Lomntu uyamgxeka u-Tixo. Waza u-Yesu, ezazi izicingo zabo, wati, Nicingela nina okukohlakeleyo ezinkliziyweni zenu? Kukupina okulula, ukuti, Uxolelwe izono zako? nokuti, Vuka uhambe? Kodwa ukuze nazi okokuba u-Nyana womntu unamandhla emhlabeni okuxolela izono (wandul' ukuti konesifo sokushwabana,) Vuka, utate ukuko lwako, uye endhlwini yako. Wesuka ke, waya endhlwini yake. Saza isihlwele sakubona oko, samangaliswa, samdumisa u-Tixo, obenikile amandhla angaka ebantwini.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICAWA EYAMASHUMI MABINI KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, onofefe olupezu konke, zuti ngobubele bako obukulu usigcine, siyakutandaza, entweni zonke ezingasenzakalisayo; size siti, sesilungile nje ngomzimba nangompefumlo, sizenze ngovuyo ezonto ozifunayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese v. 15.

HAMBANI kaloku ngobulumko, kungabi njengabazidenge, kodwa njengabalumkileyo, nilikutalele ixesha, ngokuba kusemihleni ekohlakeleyo. Ngako oko ningabi zizidenge, kodwa maniqonde ukuba iyinina intando ye-Nkosi. Nize ninganxili yiveyine, ehilizisayo; kodwa manizaliswe ngo-Moya; niteta ngokucula, nangokuvuma, nangamaculo ango-Moya *ka-Tixo;* nivuma, niculele e-Nkosini ngenkliziyo; nihlala nibulela ngenxa yento zonke ku-Tixo no-Yise, Egameni le-Nkosi yetu u-Yesu Kristu; nilulamelana omnye kwomnye ekumoyikeni u-Tixo.

*Ivangelana.* Mateyu xxii. 1.

WAZA wati u-Yesu, Ubukumkani bezulu buyafana nokumkani otile, owamenzela unyana wake umtshato; watuma izicaka zake ukuya kubiza abamenyelweyo emtshatweni; abavuma ukuza ke. Wabuya watuma ezinye izicaka, esiti, Baxeleleni abamenyiweyo ngo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kuti, Isidhlo sam sendisilungisile; inkabi zam nezityetyisiweyo zam sezixeliwe, into zonke sezilungile; yizani emtshatweni. Abakatalela ke, bahamba indhlela zabo, omnye waya entsimini yake, omnye waya entengweni yake; sati isisalela sazibamba izicaka zake, sazipata kakubi, sazibulala. Wati ukumkani akuva oko, waba nomsindo; wakupa imikosi yake, wabatshabatalisa abobabulali; wasitshisa nesixeko sabo. Wandul' ukuti ezicakeni zake, Umtshato ulungisiwe, koko abamenyiweyo bebengafanelekile. Yiyani ngoko ezindhleleni ezinkulu, niti bonke enibafumanayo, nibabizele emtshatweni. Zaza zapuma ke ezozicaka, zaya ezindhleleni ezinkulu, zahlanganisa bonke ezibafumanayo, abakohlakeleyo nabalungileyo; waza umtshato wazala ngabahleli ekutyeni. Waza wati ukumkani, akungena ukuze abone abahleli ekutyeni, wabona kona umntu obengenasivato somtshato. Wati kuye, Sihlobo, ute nina ukungena apa, ungenaso isivato somtshato? Akabi nakuteta. Wati ukumkani ezicakeni zake, Mbopeni izandhla nenyawo, nimtabate, nimlahlele ebumnyameni bangapandhle: apo kuyakubako ukulila nokuqaqazela kwamazinyo. Ngokuba bebaninzi ababiziweyo, koko bebancinane abaqashiweyo.

---

## ICAWA EYAMASHUMI MABINI ANANYE KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

SIYAKUTANDAZA, Nkosi enofefe, okokuba ubape abantu bako abenene uxolo noxolelo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

baze bahlanjululwe kuzo zonke izono zabo, bakukonze ngenkliziyo eyonwabileyo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese vi. 10.

BAZALWANE bam, Yomelelani e-Nkosini, nasebukulwini bamandhla ayo. Zivatiseni ngazo zonke izixobo zika-Tivo, nize nibe nokumelana nawo onke amaqinga ka-Satane. Ngokuba asimelene negazi nenyama, kodwa simelene nabanobukosi, namandhla, nabapati bobumnyama belilizwe, namandhla enkohlakalo abumoya asendaweni zangapezulu. Ngoko zitabateleni zonke izixobo zika-Tixo, nize nibe nokuma ngemini yobubi : niti nakuba nikwenzile konke, niqinise ukuma. Yimani ngoko, izinqe zenu zibinqiwe ngobunyaniso ; nivete isigcinisifuba sobulungisa ; nenyawo zenu zivete ubulungisa be-Vangeli yoxolo ; napezu konke, nitabate ikaka lokolo eniyakuzipepa ngalo zonke izikali zomlilo zokohlakeleyo ; nitabate nesigcinankloko sosindiso, nesi*r*ele so-Moya, esili-Lizwi lika-Tixo : nitandaza ngamaxesha onke ngemitandazo nezikungo zo-Moya, nilindele oko ngako konke ukunyamezela, nitandazela abangcwele bonke ; *ninditandazele* nam, okokuba ndinikwe ilizwi, ndibe nokuvula umlomo wam ngokungoyiki, ndishumayele imfihlakalo ye-Vangeli, enditunyelwa yona ndisekubanjweni ; nokokuba nditete ndingoyiki, njengoko endifanel' ukuteta ngako.

*Ivangelana.* Johane iv. 46.

BEKUKO inkosana etile, ebinonyana e-Kapenayume obesifa. Yati yakuva ukuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

u-Yesu ebefikile e-Galili evela e-Judeya, yaya kuye yamtandaza okokuba eze kupilisa unyana wayo; ngokuba ebezakufa. Wati u-Yesu kuye, Ukuba aniboni imiqondiso nemimangaliso, anisayikukolwa. Yati inkosana kuye, Nkosi, yihla engekafi umntwanam. Wati u-Yesu kuyo, Hamba ke, unyana wako uhleli. Yaza yakolwa lilizwi abelitetile kuyo u-Yesu, yahamba indhlela yayo. Kwati isehla, izicaka zayo zayikaulela zayixelela zisiti, Unyana wako upilile. Yandula yabuza kuzo iyure waqala ukupila ngayo: zati kuyo, Icesika limyeke izolo ngeyure yesixenxe. Waza waqonda uyise ukuba belikwaleloxa u-Yesu ebete ngalo kuye ukuti, Unyana wako uhleli; waza wakolwa ngokwake, kwa nayo yonke indhlu yake. Kanjako nguwo owesibini umangaliso owenziwa ngu-Yesu, akuba ebifikile e-Galili evela e-Judeya.

---

## ICAWA EYAMASHUMI AMABINI ANAMBINI KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakutandaza okokuba uyigcine i-Kerike yako ekwenzeni okulungileyo ngamaxesha onke; ize iti ngokukusela kwako igcinwe ezingozini zonke, ikukonze ngemisebenzi elungileyo, kube kukudunyiswa kwegama lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Incwadana.* Kuma-Filipi i. 3.

NDIYAMBULELA u-Tixo wam kuko konke ukunikumbula kwam, (ndihlala ndinitandazela ngovuyo kuyo yonke imitandazo yam,) ndibulela ubukolwane benu obubeko e-Vangeleni kwa ngemini yokuqala kwada kwa namhla; nditembile ngokuqinileyo okokuba obeqale umsebenzi olungileyo pakati kwenu uyakuwugqiba ide ibeko imini ka-Yesu Kristu; njengokuba kundilungele ukutsho njalo ngani nonke, ngokuba nisenkliziyweni yam, njengokuba ningabahluleli ekubanjweni kwam, nasekuyigcineni i-Vangeli nasekuyiqiniseni yona, *ningabahluleli* naselufefeni lwam nonke. Ngokuba u-Tixo ulingqina lam, lokokuba ndiyanikumbula kakulu ngesisa sika-Yesu Kristu. Kanjalo ndiyatandaza okokuba utando lwenu lugqitise ngakumbi ekwazini nasekuqondeni konke: nize niziqonde into ezilungileyo, nibe mhlope, ningenatyala, ide ifike imini ka-Kristu: nizalisiwe ngeziqamo zobulungisa, ezingaye u-Yesu Kristu, kube kukungcwaliswa nokudunyiswa kuka-Tixo.

*Ivangelana.* Mateyu xviii. 21.

WATI u-Petrosi ku-Yesu, Nkosi, kuyakuba futi kangakanina umzalwane wam endona, ndimxolele? Kude kube kasixenxe na? Wati u-Yesu kuye, Anditsho kuwe ukuti, kube kasixenxe; kodwa nditi, kube ngamaxesha angamashumi asixenxe apindiweyo kasixenxe. Ngako oko Ubukumkani bezulu buyafana nomntu ongukumkani obefuna uku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bala amatyala ezicaka zake. Kwati akuqala ukubala, kwaziswa kuye obenetyala letalente zangamawaka alishumi. Kodwa engenakuzihlaula nje, yati inkosi yake ukuba makutengiswe ngaye, nomfazi, nabantwana bake, nako konke anako, kuze kuhlaulwe. Saza sawa pantsi ke isicaka eso, sayitandaza, sisiti, Nkosi, ndinyamezele, ndoza ndikuhlaulele konke. Yaza inkosi yesosicaka yabetwa lusizi, yasikulula, yasixolela elotyala. Koko sapuma esosicaka, safumana esinye ebesisicaka ndawonye naso, esanetyala kuso lemalana zilikulu; saza sasibamba, sasirwitsha, sisiti, Hlaula ityala lako. Waza obesisicaka ndawonye naso wawa pantsi ngasezinyaweni zaso, wasitandaza, esiti, Ndinyamezele, ndoza ndikuhlaulele konke. Asavuma ke; saye samfaka entolongweni, ade ahlaule elotyala. Zaza ezinye izicaka zakubona obekwenziwe, zalusizi kakulu, zeza zashumayela enkosini yazo konke obekwenziwe. Yaza inkosi yazo, yakuba ibisibizile yati kuso, Sicakandini esikohlakeleyo, bendikuxolele nje lonke elotyala, ngokuba ubunditandaza: ngeungabanga nalusizi na pezu kwobesisicaka nawe, njengokuba bendinosizi pezu kwako? Yaqumba ke inkosi yaso, yasinikela kubabandezeli, side silihlaule lonke elotyala. Kwanjalo no-Bawo wasezulwini uyakunenjenjalo, ukuba aniti nonke kwasenkliziyweni zenu nibaxolele abazalwane benu iziposo zabo.

---



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# ICAWA EYAMASHUMI AMABINI ANANTATU KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

TIXO, oyinqaba namandhla etu, ongumenzi wako konke ukulunga; Zuti, siyakukunga, uyive imitandazo ye-Kerike yako; wenze okokuba sizizuze ezonto esizicelayo ngokolo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Filipi iii. 17.

MANITI, bazalwane, nibe ngabalandeli ndawonye nam, nibagqale nabahambayo ngomlinganiso wetu. (Ngokuba baninzi abahambayo, ebendinixelele ngabo futi, ndinixelela ngabo nangoku ndilila, okokuba bazintshaba zekuruse ka-Kristu; okukugqibela kwabo kukukutshabalala, otixo usisisu sabo, abaqayisela ngehlazo labo, abanyamekela izinto zasemhlabeni.) Ngokuba ikaya letu lisezulwini, apo simkangela u-Msindisi, oyi-Nkosi u-Yesu Kristu; oyakuguqula umzimba wetu ongendawo, uze ufane nowake okazimlayo, ngako ukusebenza kwake, anako ngako ukuzeyisa into zonke zibe pantsi kwake.

*Ivangelana.* Mateyu xxii. 15.

BAYA ke abafarisi bacebisana ukuba bangambamba njanina ekuteteni kwake. Baza batumela kuye abadisipile babo, ndawonye naba-Herode, besiti, Mfundisi, siyazi ukuba uyinene, nokokuba ufundisa indhlela ka-Tixo ngenyaniso, ungakatali mntu, ngokuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

akukangeli isiqu somntu. Sixelele ke, utinina ngokwako? Kusifanele na ukuba simqole u-Kesare, akufanelekile, kusinina? Kodwa u-Yesu eyazi inkohlakalo yabo wati, Nindilingela nina, bahanahanisindini? ndiboniseni imali yokuqola. Bayizisa kuye imali. Wati kubo, Ngokabanina lomfanekiso nesisibalo? Bati, Ngoka-Kesare. Wati kubo, Nikelani ke ku-Kesare into zika-Kesare; naku-Tixo ezika-Tixo. Bati bakuva oko, bamangaliswa, bamyeka, bemka.

---

## ICAWA EYAMASHUMI AMABINI ANANE KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

NKOSI, siyakukunga okokuba ukulule abantu bako ezonweni zabo; size siti ngobubele nangokulunga kwako sikululwe sonke ezintanjeni zezozono esizenzileyo ngobutataka betu: Kwenze oku, Bawo wasezulwini, ngenxa yake u-Yesu Kristu oyi-Nkosi no-Msindisi wetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Kolose i. 3.

SIYAMBULELA u-Tixo no-Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, sihlala sinitandazela, siluvile nje ukolo lwenu olukuye u-Kristu Yesu, notando eninalo ngakubo bonke abangcwele; ngenxa yetemba elinibekelweyo ezulwini, enaliva ngapambili ngelizwi lenyaniso ye-Vangeli, eyafika kuni, nasemhlabeni wonke, eti yona yavelisa iziqamo, nangapakati kwenu, kwa ngemini enayiva ngayo, nalwazi



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ufefe luka-Tixo ngokwenyaniso. Njengoko neva ngako ngo-Epafrasi osisicaka ndawonye nati esitandiweyo, ongumkonzi ka-Kristu onyanisekileyo kuni; owasishumayela utando lwenu ngo-Moya. Ngenxa yoku nati kwa ngemini seva ngayo, asiyekanga ukunitandazela, nokucela okokuba nizaliswe ngokwazi intando yake kubo bonke ubulumko nengqondo yomoya: nize nihambe ngokufanelekileyo e-Nkosini kuko konke ukutanda kwayo, niqamile kuyo yonke imisebenzi elungileyo, busandiswa ubulumko buka-Tixo kuni; nomelezwa ngamandhla onke, ngobukulu bodumo lwake, kuko konke ukunyamezela, nokuqumba kade, ndawonye novuyo; nibulela ku-Yise, osenzileyo sibe ngabahluleli belifa labangcwele ekukanyeni.

*Ivangelana.* Mateyu ix. 18.

KWATI u-Yesu esateta ezizinto kubadisipile baka-Johane, kweza inkosana etile, yamtandaza, isiti, Intombi yam isandul' ukufa kaloku nje; kodwa zuze ubeke isandhla sako pezu kwayo, yoza ipile ke. Wesuka u-Yesu wayilandela ndawonye nabadisipile bake. (Kekaloku ke umfazi obenesifo segazi iminyaka yalishumi elinamibini, weza ngasemva kwake, wacukumisa umqukumbelo wengubo yake; ngokuba ebesiti pakati kwake, Ukuba ndingacukumisa nokuba kuyingubo yake, ndiyakupila. Kodwa u-Yesu wajika, waza akumbona, wati, Ntombi yonwaba, ukolo lwako lukupilisile. Waza umfazi wapiliswa kwa ngeloxesha.) Wati u-Yesu akufika endhlwini



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yenkosana, akubona ababeti bohadi nabantu bexokozela, wati kubo, Kwelelani; intombi ayifile, ilele kodwa. Baza bamhleka. Kekaloku bakukutshwa abantu, wangena, wayibamba ngesandhla, yaza intombi yavuka. Lwaza udumo lwalento lwaligqiba lonke elozwe.

---

## ICAWA EYAMASHUMI AMABINI ANANKLANU KWEZILANDELA EYO-MTRINITI.

*Intandazwana.*

ZIVUSE, siyakukunga, Nkosi, inkliziyo zabantu bako abanyanisekileyo; baze bati, bevelisa kakulu iziqamo zemisebenzi elungileyo, bavuzwe nguwe ngokukolisekileyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Jeremiya xxiii. 5.

KEKALOKU imihla iyeza, itsho i-Nkosi, endiyakuvusa ku-Davide Isebe elilungileyo, no-Kumkani uyakupata ngobukosi, agwebe ngokulungileyo nangokufanelekileyo emhlabeni. Ngemihla yake o-Juda bayakusindiswa, no-Sirayeli bahlale ngokwonwaba: neli li-Gama lake ayakubizwa ngalo, *ukuti*, INKOSI EBUBULUNGISA BETU. Ngoko imihla iyeza, itsho i-Nkosi, abangayikuti ngayo, I-Nkosi ihleli, eyalukupa usapo lwakwa-Sirayeli ezweni le-Jipete; kodwa *bayakuti*, I-Nkosi ihleli, eyakupa, yayikokela inzalo yendhlu yo-Sirayeli ivela ezweni langasenkla, nasemazweni onke apo bendibacitele kona, bayakuhlalala emhlabeni ongowabo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Ivangelana.* Johane vi. 5.

WATI u-Yesu akupakamisa amehlo ake, wabona umhlambi omkulu usiza kuye, wati ku-Filipi, Siyakusitenga pina izonka, ukuze aba badhle? (Watsho emlinga, eyazi nje ngokwake into ebeyakuyenza.) U-Filipi wampendula wati, Izonka ezamakulu mabini emali azingebaneli, baze bonke ngabanye bazuze intwana. Omnye kubadisipile bake, u-Andrewu, umninawe ku-Simone Petrosi, wati kuye, Kuk' umfana apa, onezonka ze*r*alasi ezihlanu, nenklanzana ezimbini; kodwa zingayintonina ezo kwabangaka? Wati u-Yesu, Bahlaliseni pantsi abantu. Yayininzi ingca kulondawo. Ahlala pantsi ke amadoda, anani belingati lingamawaka amahlanu. Waza u-Yesu watabata izonka, wati akuba ebebulele, wabela abadisipile, baza abadisipile babela abebehleli pantsi; kwa nenklanzi ngokutanda kwabo. Bakuhluta, wati kubadisipile bake, Butani amaqekeza aseleyo, kuze kungalahleki nto. Bawabuta ke, bazalisa izitya zalishumi elinazibini ngamaqekeza ezonka ze*r*alasi ezihlanu abesele kwabebedhlile. Bandul' abobantu bakuba bewubonile umangaliso obewenziwe ngu-Yesu, bati, Ngokwenene nguye lom-Profite obeyakuza emhlabeni.

¶ *Ukuba kuseko Icawa eziseleyo, engekafiki eyokuqala Icawa ye-Adevente, kuyakutetwa Intandazwana nencwadana nevangelana zezocawa ebezingatetwanga emva kwe-Epifani. Ukuba aziseko, mazingatetwa ezintandazwana nencwadana ne-*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

*vangelana. Koko lentandazwana yokugqibela nencwadana nevangelana yayo mayitetwe ngecawa eyandulela Icawa yokuqala ye-Adevente.*

---

## IMINI KA-ANDREWU UMPOSTILE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owanika u-Andrewu um-Postile wako oyingcwele ufefe lwokokuba eve, akubizwa ngu-Nyana wako ongu-Yesu Kristu, wamlandela ngokungatandabuzi; Sipe sonke okokuba tina sibizwa nje li-Lizwi lako elingcwele, sizinikele siyenze ngokululamileyo imiteto yako eyingcwele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Roma x. 9.

UKUBA uyayivuma ngomlomo i-Nkosi engu-Yesu, ukolwe ngenkliziyo okokuba u-Tixo umvusile kwabafileyo, uyakusindiswa. Ngokuba ukugwetyelwa kuza ngokukolwa ngenkliziyo, nosindiso luza ngokuvunywa kwenkolo ngomlomo. Ngokuba Isibalo siti, Osukuba ekolwa nguye akayikudaniswa. Ngokuba akuko sahlulo pakati kwaba-Yodi nama-Girike: ngokuba inye i-Nkosi ebatamsanqelisayo bonke abacela kuyo. Ngokuba osukuba eyakubizela Egameni le-Nkosi uyakusindiswa. Bayakutinina nokubizela kulowo abangamkolwayo? Bayakutinina nokukolwa kulowo abangamvanga? Bayakutinina nokuva kungeko umshumayeli? Bayakutinina nokushumayela bengatunywanga? Njengokuba kubaliwe *ngokutiwa*, Hayi ukuba zinkle kwazo inyawo zabashumayeli



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

be-Vangeli yoxolo, nendaba ezivuyisayo zento ezilungileyo! Kodwa abayigcinanga i-Vangeli bonke. Ngokuba u-Yisaya uti, Nkosi, kukolwe banina kukushumayela kwetu? Ukolo kaloku luza ngokuva, nokuva nge-Lizwi lika-Tixo. Kodwa nditi, Abevanga·na? Ewe ngokwenene, Ukuteta kwabo kuligqibile ilizwe, namazwi abo afikile ezincameni zomhlaba. Kodwa nditi, O-Sirayeli bebengazi na? Uti u-Mosesi kuqala, Ndiyakunenza nibe nekwele ngakubo abangesiso isizwe, ndiniqumbise ngesizwe esingenangqondo. Kodwa u-Yisaya uteta ngamandhla, uti, Ndafunyanwa ngabangandifuniyo; ndabonakaliswa kwabebengandibuzanga. Kodwa uti ko-Sirayeli, Imini yonke ndolule izandhla zam ngakuso isizwe esingevayo nesimangalayo.

*Ivangelana.* Mateyu iv. 18.

WATI u-Yesu ehamba ngaselwandhle lwase-Galili, wabona abazalwane ababini, u-Simone okutiwa ngu-Petrosi, no-Andrewu umninawe wake, beposela utambo elwandhle, (ngokuba bebengabatiyeli benklanzi;) waza wati kubo, Ndilandeleni; ndize ndinenze nibe ngabatiyeli babantu. Bati kwa ngeloxeshana bashiya intambo zabo, bamlandela. Wati esuka apo wabona abanye abazalwane ababini, o-Yakobi unyana ka-Zebede, no-Johane umninawe wake, besenqanaweni ndawonye no-Zebede uyise wabo, betunga intambo zabo; waza wababiza. Baza kwa ngeloxeshana bayishiya inqanawa noyise wabo, bamlandela.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## IMINI KA-TOMASI UMPOSTILE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, owati, luze ukolo luqiniswe ngakumbi, wavuma okokuba um-Postile oyingcwele u-Tomasi abe nokutandabuza ukuvuka kwo-Nyana wako ; Zusenze okokuba sikolwe ngokuqinileyo kuye u-Nyana wako u-Yesu Kristu singatandabuzi, luze ukolo lwetu lungabi nakwohlwaywa emehlweni ako. Zusive, Nkosi, ngaye u-Yesu Kristu, ekuti kuye, nakuwe, naku-Moya Oyingcwele, kubeko lwonke udumiso nobungcwalisa, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese ii. 19.

NINA kaloku, anisengabo abasemzini nabahambi, kodwa ningabomhlambi wabangcwele, nabendhlu ka-Tixo ; nakiwe pezu kwesisekelo saba-Postile naba-Profite, u-Yesu Kristu ngokwake elilitye elikulu lembombo ; eti indhlu yonke ilungelelisiwe ngaye, ibe yitempile engcwele e-Nkosini, eniti ngaye nakiwe ndaweninye nibe yindhlu ka-Tixo ngaye u-Moya *wake.*

*Ivangelana.* Johane xx. 24.

U-TOMASI oweshumi elinababini, okutiwa ngu-Didimusi, ebengeko kubo ekufikeni kuka-Yesu. Baza abanye abadisipile bamxelela, besiti, Siyibonile i-Nkosi. Koko wati kubo, Ukuba andiluboni upawu kweziko-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nkwane ezandleni zake, ndingafaki umnwe wam kulo upawu lwezikonkwane, ndingafaki isandhla sam ecaleni lake, andiyikukolwa. Kwati emva kwentsuku zisibozo abadisipile bake bebepakati, no-Tomasi ebendawonye nabo: weza u-Yesu, ingcango sezivaliwe, wema pakati kwabo, wati, Uxolo malube kuni. Waza wati ku-Tomasi, Yolulela apa umnwe wako, ubone izandhla zam; wolule isandhla sako, usifake ecaleni lam; uze ungabi nokungakolwa, uti kodwa ukolwe. Wapendula u-Tomasi wati kuye, Nkosi yam, Tixo wam. Wati u-Yesu kuye, Tomasi, Ukoliwe, ngokuba undibonile; banetamsanqa abakoliweyo, noko bengabonanga. Kwaza kwenziwa neminye imiqondiso emininzi ngu-Yesu pambi kwabadisipile bake, engabalwanga kulencwadi. Kodwa ezizinto zibaliwe, nize nikolwe okokuba u-Yesu ungu-Kristu u-Nyana ka-Tixo, niti ngokolo nibe nobomi Egameni lake.

---

## IMINI YOKUGUQUKA KUKA-PAULUSI.

*Intandazwana.*

TIXO, ote ngokushumayela kwom-Postile ongu-Paulusi, wenza okokuba isikanyiso se-Vangeli siwukanyise wonke umhlaba; Sipe, siyakutandaza, okokuba tina, sikumbula nje ukuguquka kwake okungumangaliso, sibonakalise ukubulela kwetu ngako, ngokulandela imfundiso engcwele ewayishumayelayo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Eyencwadana.* Izenzo ix. 1.

KEKALOKU u-Saule esapefumla izisongelo nezibulalo pezu kwabadisipile be-Nkosi, waya kumpriste omkulu, wacela kuye incwadi zokuya e-Damakusi, ezindhlwini zenklanganiso, aze ati abasukuba ebafumana bengabalondhlela, nokuba bebengamadoda nokuba bebengabafazi, abaṣe e-Yerusaleme bebotshiwe. Wati esahamba esondela e-Damakusi, wagutyungelwa ngokwalama sisikanyiso esivela ezulwini. Waza wawa emhlabeni, weva ilizwi lisiti kuye, Saule, Saule, undizingela nina? Wati, Ungubanina, Nkosi? Yati i-Nkosi, Ndingu-Yesu omzingayo wena: kunqabile kuwe ukuzikaba izikali. Waza engcangcazela, esoyika, wati, Nkosi unga ndingenza ntonina? Yati i-Nkosi kuye, Vuka ungene esixekweni, wauyakuxelelwa into oyakuyenza. Aza amadoda abebehamba naye, ema engenakuteta, elivile ilizwi, engaboni mntu. Waza u-Saule wavuka emhlabeni, wati akuvulwa amehlo ake, akabona mntu; koko bamtundeza ngesandhla, bamsa e-Damakusi. Wayentsuku ntatu engaboni, engadhli, engaseli nokusela. Bekuko nomdisipile otile e-Damakusi, ogama belingu-Ananiya, yaza i-Nkosi yati kuye epupeni, Ananiya. Wati, Ndilapa, Nkosi. Yati i-Nkosi kuye, Vuka uye esitrateni esikutiwa Sesilungeleleneyo, ubuze umntu okutiwa ngu-Saule wase-Tasusi endhlwini ka-Judasi: ngokuba kekaloku uyatandaza, ubone epupeni indoda ekutiwa ngu-Ananiya, eyangena, yabeka isandhla sayo pezu kwake, aze



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

azuze ukubona kwake. Wapendula u-Ananiya wati, Nkosi, sendivile kubaninzi ngayo lendoda, ukuba ninzi kwobubi ikwenzileyo kubangcwele bako abase-Yerusaleme ; nalapa izuze amandhla kubapriste abakulu ukubamba bonke ababizelayo Egameni lako. Koko i-Nkosi yati kuye, Hamba ; ngokuba lomntu usisitya kum esiqashiweyo, sokupata Igama lam pambi kwaba-Heyideni, nokumkani, nosapo lwakwa-Sirayeli : ngokuba ndiyakumbonisa ukuba zinkulu kwazo izinto ayakuziva ngenxa ye-Gama lam. Waye ke u-Ananiya wangena endhlwini ; wati ebeka izandhla zake pezu kwake, wati, Mzalwane Saule, i-Nkosi (kwa u-Yezu owabonakala kuwe endhleleni ubusiza ngayo,) inditumile, uze uzuze ukubona kwako, uzaliswe ngo-Moya Oyingcwele. Kwati kwa ngeloxesha kwawa emehlweni ake, okungati zinkwetu ; wasel' ezuza ukubona, wavuka, wabatizeshwa. Wati akuzuza ukudhla, womelezwa. Waza u-Saule wenza intsuku ezitile kubadisipile abase-Damakusi. Wati kwa ngeloxesha wamshumayela u-Kristu ezinklanganisweni, okokuba ungu-Nyana ka-Tixo. Bamangaliswa bonke ke abamvayo, bati, Asinguye na lowo obebulala ababizayo eli-Gama e-Yerusaleme, noweza apa, ukuze abase bebotshiwe kubapriste abakulu? Koko u-Saule womelezwa ngakumbi, waboyisa aba-Yodi abebehleli e-Damakusi, eqondisa ukuba lowo ngu-Kristu wenyaniso.

*Ivangelana.* Mateyu xix. 27.

WAPENDULA u-Petrosi wati ku-Yesu, Kangela sikushiyile konke, sakulandela ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sozuza ntonina ke? Waza u-Yesu wati kubo, Ngokwenene nditi kuni, Ukuba nina enindilandeleyo niyakuti ekuzalweni kutsha, nxa u-Nyana womntu ayakuhlala esihlalweni sobungcwalisa bake, nihlale nani pezu kwezihlalo ezilishumi elinazibini, nigweba izizwe zakwa-Sirayeli ezilishumi elinazibini. Nabo bonke abashiyileyo nokuba zizindhlu, nokuba ngabazalwane, nokuba ngodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngumhlaba, ngenxa ye-Gama lam, bayakuzuza bebuyiselwe kalikulu, badhle ilifa lobomi obungunapakade. Kodwa abaninzi abangabokuqala bayakuba ngabokugqibela, nabokugqibela bayakuba ngabokuqala.

---

UKUNIKELWA KUKA-KRISTU ETEMPILENI,
OKOLISA UKUBIZWA NGOKUTIWA,

## KUKUHLANJULULWA KWENTOMBI ENGU-MARIYA.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, siyakutandaza ngokululamileyo okokuba, njengokuba u-Nyana wako ozelweyo emnye wangeniswa namhla etempileni enesimilo senyama yetu, siti nati sinikelwe kuwe ngenkliziyo ezimhlope nezingcwele, ngaye u-Nyana wako ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Malaki iii. 1.

KANGELA, ndiyakutuma isitunywa sam, sasiyakulungisa indhlela pambi kwam: iti



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

i-Nkosi eniyifunayo ifike ngokwalama etempileni yayo; kwa isitunywa socebano enisitandayo; uyakufika yena, itsho i-Nkosi yezihlwele. Kodwa ngubanina onganyamezela imini yokufika kwake? ngubanina oyakuma akubonakala yena? ngokuba uyafana nomlilo wencibi, nesepa yomsuki. Waeyakuhlala njengomhlambululi nomcokisi wesilivere; woza ahlambulule onyana baka-Levi, abacokise njengegolide nesilivere; baze banikele e-Nkosini umnikelo ngobulungisa. Yoti iminikelo ye-Juda neye-Yerusaleme itandeke e-Nkosini, njengokwemihla yakudala nangokweminyaka yangapambili. Ndoza ndisondele kuni ekugwebeni, ndinqine ngokukalipileyo ngakuzo izanuse, naba*r*exezi, nabafunga ngobuxoki, nabadhla umvuzo wabaqashwa, nababandezela abahlolokazi nenkedama, nabakohlisa abasemzini, bengandoyiki mina, itsho i-Nkosi yezihlwele.

*Ivangelana.* Luke ii. 22.

KWATI kwakugqitywa intsuku zokuhlanjululwa kwabo ngokwomteto ka-Mosesi, bamsa e-Yerusaleme, baze bamnikele e-Nkosini; (njengokuba kubaliwe emtetweni we-Nkosi, konke okubudoda ekuzityulwa ngako kwobizwa ngokutiwa kungcwele e-Nkosini ;) baze balenze idini njengokuxeliweyo emtetweni we-Nkosi, libe ngamahobe amabini, nokuba ngamatole amazuba amabini. Kekaloku ke bekuko indoda e-Yerusaleme, egama belingu-Simeyone, waza lomntu wayengolungileyo notandazayo, elindela ukututuzelwa kuka-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Sirayeli: wati no-Moya Oyingcwele wayepezu kwake. Kwaza kwatyilwa kuye ngu-Moya Oyingcwele, okokuba ebengayikubona ukufa, engekaboni u-Kristu we-Nkosi. Weza ke ngo-Moya etempileni; baza abazali bake bakumngenisa umntwana u-Yesu, baze bamenzele ngesiko lomteto, wandul' ukumtabatela ezingalweni zake, wamdumisa u-Tixo, esiti, Nkosi kaloku uyasindulula isicaka sako ngoxolo, ngokwelizwi lako: ngokuba amehlo am ebonile usindiso lwako, olulungisileyo ebusweni babantu bonke; lube sisikanyiso sokukanyisela izizwe, nobungcwalisa babantu bako o-Sirayeli. Baza o-Josefe nonina wake bamangaliswa zezozinto ebezitetiwe ngaye. Waza u-Simeyone wabatamsanqelisa, wati ku-Mariya unina, Kangela lomntwana umiselwe ukuwa nokupakanyiswa kwabaninzi bakwa-Sirayeli; abe ngumqondiso oyakwaliwa; (woza umpefumlo wako uhlatywe sisirele nawo;) kuze kutyilwe inkumbulo zenkliziyo ezininzi. Bekuko nongu-Anna umprofitekazi, intombi ka-Fanuweli, owesizwe sakwa-Asere; wayemdala kakulu yena; wabehleli nendoda yake iminyaka yasixenxe emva kwobuntombi bake: wayengumhlolokazi weminyaka efan' ukuba ingamashumi asibozo anemine; obengemki etempileni, koko ebekonza u-Tixo ngokuzila nangokutandaza emini nasebusuku. Wati yena engena oko wabulela naye e-Nkosini, wateta ngaye kubo bonke abebelindela ukukululwa e-Yerusaleme. Bati bakuba bebegqibile into zonke ngokwomteto we-Nkosi, babuyela e-Galili, emzini wabo e-Nazarete. Waza umntwana



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wakula, womelela emoyeni, ezaliswa bubulumko; lwaza ufefe luka-Tixo lwapezu kwake.

---

## IMINI KA-MATIYASI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owati esikundhleni sika-Judasi obengumngcatshi waqasha isicaka sako esinyanisekileyo esingu-Matiyasi, abe ngowenani laba-Postile abalishumi elinababini; Zuwenze okokuba i-Kerike yako ihlale igcinwa kubo aba-Postile ababuxoki, ipatwe ilungiswe ngabafundisi abalungileyo nabenene; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo i. 15.

KWATI ngalomihla kwema u-Petrosi pakati kwabadisipile, (amagama ebefan' ukuba alikulu elinamashumi amabini inani lawo,) wati, Madoda nabazalwane, esisibalo ngesizalisekile ngokwenene, esatetwa ngu-Moya Oyingcwele ngomlomo ka-Davide ngexesha langapambili ngaye u-Judasi, obekokela abambambileyo u-Yesu: ngokuba wayengowenani le tu, wamkele lenkonzo. Lomntu ke watenga umhlaba ngomvuzo wenkohlakalo; wati ewile ngobuso wadhlubuka umbilini, apalaka onke amatumbu ake. Yaza lento yaziwa ngabo bonke abehleleli e-Yerusaleme, wada wati lomhlaba ngokuteta kwabo wabizwa ngokutiwa, Akeledama, okukuti, umhlaba wegazi. Ngokuba kubaliwe encwadini yama-Culo, ngokutiwa, Umzi wake mawube linxu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wa, kungabiko ohleli kulo; kanjalo, Umsebenzi wake mawuye kwomnye. Ngako oko kuwo onke lamadoda abebehamba ndawonye nati ngalo lonke ixesha i-Nkosi u-Yesu ibingene yapuma kuti ngalo, kuqalwe ngobatizesho luka-Johane, kwada kwalomini wayenyuswe kuti ngayo, maidalwe ibenye ibe lingqina lokuvuka kwake ndawonye nati. Baza bamisa ababini, u-Josefe obekutiwa ngu-Basabasi, ogama belingu-Justusi, no-Matiyasi. Baza batandaza, bati, Wena, Nkosi, ozaziyo inkliziyo zabantu bonke, zubonise ukuba ngowupina umqashileyo kwabababini; aze ayamkele lenkonzo nobubupostile, ewazikupa kubo u-Judasi ngesigqito sake, aze aye endaweni yake. Baza bawenza amaqashiso abo; kwaqashwa u-Matiyasi, wabalelwa kuba-Postile abalishumi elinamnye.

*Ivangelana.* Mateyu xi. 25.

WAPENDULA ngeloxesha u-Yesu wati, Ndiyakubulela, Bawo, Nkosi yezulu nomhlaba, okokuba ubuzifihlile ezizinto kwabazizilumko nezazi, wazityilela abazintsana. Kwa njalo, Bawo, ngokuba oku bekulungile emehlweni ako. Zonke izinto zinikelwe kum ngu-Bawo: akuko omaziyo u-Nyana, kupela ngongu-Yise; akuko nomaziyo u-Yise, kupela ngongu-Nyana, nosukuba u-Nyana etanda ukumtyilela kuye. Yizani kum nonke nina nisindwayo napuka yimitwalo enzima, ndize ndinipe ukupumla. Zitabateleni iyokwe yam, nifunde kum, ngokuba ndilulamile ndinenkliziyo etobekileyo: naniyakufumana uku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

pumla kwemipefumlo yenu. Ngokuba iyokwe yam itambile, nomtwalo wam ulula.

---

## UKUSHUNYAYEZWA KWENTOMBI U-MARIYA.

*Intandazwana.*

SIYAKUTANDAZA Nkosi, okokuba ugalele ufefe lwako ezinkliziyweni zetu; size siti, njengokuba sikwazile ngelizwi lengelosi ukwenziwa kwo-Nyana wako u-Yesu Kristu abe yinyama, sisiwe ebungcwaliseni bokuvuka kwake ngayo ikuruse nembandezelo yake; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Yisaya vii. 10.

KANJALO yabuya i-Nkosi yateta ku-Ahazi, isiti, Zicelele umqondiso e-Nkosini ku-Tixo wako; wucele nokuba kukwezisezinzulwini, nokuba kukwezisesibakabakeni pezulu izinto. Koko wati u-Ahazi, Andiyikuwucela, andiyikuyilinga i-Nkosi. Waza wati, Pulapulani, ndhlu ka-Davide; kuyinto encinane na okokuba nidinise abantu, niyakudinisa no-Tixo wami na? Ngako oko i-Nkosi iyakuninika umqondiso ngokwayo; *owokuti*, Intombi iyakumita, izale unyana, bayakumbiza ngokuti, ngu-Imanuweli. Uyakudhla amafuta nobusi aze akwazi ukwala okukohlakeleyo nokuqasha okulungileyo.

*Ivangelana.* Luke i. 26.

KWATI ngenyanga eyesitandatu kwatunywa ingelosi ingu-Gabriyeli ngu-Tixo, iye emzini wase-Galili okutiwa yi-Nazarete, kwi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

ntombi ebiza kwendela endodeni egama belingu-Josefe, engowendhlu ka-Davide; negama lalo-Ntombi belingu-Mariya. Yaza ingelosi yangena kuye, yati, A, wena otandiweyo kunene, i-Nkosi inawe, ungotamsanqelekileyo wena pakati kwamankazana. Waza akuyibona wanesitukutezi ngenxa yesiteto sayo, wacinga ukuba kungaba kokwentonina okukubulisa. Yaza ingelosi yati kuye, Ungoyiki, Mariya; ngokuba ufumene ufefe ku-Tixo. Kekaloku ke uyakumita esizalweni sako, uzale u-Nyana, ubize igama lake ngokuti ngu-YESU. Uyakuba mkulu yena, abizwe ngokutiwa ngu-Nyana w-Opezu konke; yoti i-Nkosi engu-Tixo imnike isihlalo sobukumkani soyise wake u-Davide. Waeyakupata indhlu ka-Yakobi kude kube ngunapakade; nobukumkani bake abusayikuza bupele. Waza wati u-Mariya kwingelosi, Oku kungatiwa nina ukwenziwa, ndingazi indoda nje? Yapendula ingelosi yati kuye, Umoya Oyingcwele uyakukuhlela, ati amandhla Opezu konke akusibekelele: ngako oko lonto engcwele eyakuzalwa nguwe yobizwa ngokutiwa, ingu-Nyana ka-Tixo. Kanjalo umtakowenu u-Elizabete umite unyana ebudaleni bake; sekuyinyanga eyesitandatu kobekutiwa uludhlolo: ngokuba akuko nto engamnqabelayo u-Tixo. Wati u-Mariya, Ndisisicakakazi se-Nkosi; makube kum ngokwelizwi lako. Yaza ingelosi yemka kuye.

---



Digitized by
INTERNET ARCHIVE
Original from
LIBRARY OF CONGRESS

# IMINI KA-MARAKI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, oyifundisileyo i-Kerike yako engcwele ngemfundiso yasezulwini yo-Mbali wevangeli ongu-Maraki; Zusipe ufefe lwokokuba singabi njengabantwana abahendwayo zimfundiso zobuxoki, kodwa masiqiniswe enyanisweni ye-Vangeli yako engcwele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuma-Efese iv. 7.

TINA sonke samkele ufefe ngokwomlinganiso wesipo sika-Kristu. Kungako oko ukuba ati, Akunyukela pezulu, watimba abatinjwayo, wapa izipo ebantwini. (Kekaloku ke enyukile nje kukuti nina, akukuba ebeke wehlela ezinzulwini zomhlaba? Owehlayo ngulowo owenyukela kude pezu kwawo onke amazulu, aze azalise into zonke.) Waza wabela abanye ubu-Postile, abanye ubu-Profite, abanye ubu-Vangeli, abanye u-Bongameli nobu-Fundisi; kube kukulungiswa kwabangcwele, nokwenziwa kwomsebenzi wobufundisi, kuze kwomelezwe umzimba ka-Kristu: side sifikelele sonke kukuvumelana kwokolo nokwazi kwo-Nyana ka-Tixo, nokufezeka kwobudoda, nasekulinganisweni kwobukulu bozaliseko luka-Kristu; size siti emva kwoku singabi ngabantwana abashukunyiswe besoyiswa ngayo yonke imimoya yemfundiso, ngamaqinga abantu, nangobuqokolo obukohlakeleyo, ebati ngabo balindele ukukohlisa; koko masitete inyaniso ngotando,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

siti ngendawo zonke sikulele kuye oyinkloko, kwa u-Kristu: ekuti ngaye kulungelelaniswe umzimba wonke, uqiniswe ngomsebenzi wamalungu onke, ngokwenza okukolisekileyo kwendawo zonke, kube kukwandiswa kwomzimba, kube kukwomelezwa kwawo elutandweni.

*Ivangelana.* Johane xv. 1.

NDINGUMTI weveyine wenene, no-Bawo ungumlimi. Onke amasebe akum angaqamiyo iziqamo uyawanqumla; nawo onke amasebe aqamayo iziqamo uyawalungisa, aze aqame iziqamo ngokungapezulu. Kaloku nje nihlambulukile nina ngalo ilizwi endilitetileyo kuni. Yibani kum, nam ndibe kuni. Njengokuba isebe lingenakuvelisa iziqamo ngokwalo, ukuba alihleli emtini weveyine, kwa njalo nani *aninako*, ukuba anihlali kum. Mina ndingumti weveyine, nina ningamasebe. Osukuba ehleli kum, nam ndihleli kuye, ngovelisa iziqamo ezininzi; ngokuba ningenakwenza luto ngapandhle kwam. Ukuba umntu akahleli kum, uyalahlwa njengesebe, ome; bati abantu bawabute, bawaposele emlilweni, atshiswe. Ukuba nihleli kum, ati namazwi am ahlale kuni, niyakucela enikutandayo, kwakuyakunenzelwa. U-Bawo udunyiswe koku, ekokubeni nivelise iziqamo ezininzi; nize nibe ngabadisipile bam. Njengokuba u-Yise ebenditandile, kwanjalo ndinitandile nam: hlalani elutandweni lwam. Ukuba niyayigcina imiteto yam, niyakuhlala elutandweni lwam; njengokuba nam ndiyigcinile imiteto ka-Bawo, ndihleli elutandweni lwake.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ezizinto ndizitetile kuni, luze uvuyo lwam luhlale kuni, nokuze uvuyo lwenu luzaliseke.

---

## IMINI KA-FILIPI NO-YAKOBI ABA-POSTILE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, okukwazi wena bubomi obungunapakade; Zusenze okokuba simazi kanye u-Nyana wako u-Yesu Kristu ukuba uyindhlela, nenene, nobomi; size siti silandela emanyateleni aba-Postile bako abangcwele, o-Filipi no-Yakobi, siyihambe ngokwomelela indhlela esinga ebomini obungunapakade; ngaye u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Yakobi i. 1.

U-YAKOBI, osisicaka sika-Tixo nese-Nkosi u-Yesu Kristu, uyabulisa kuzo izizwe ezilishumi elinazibini ezisekucitakaleni. Bazalwane bam, malube luvuyo lwonke nakuwelwa zimbandezelo ezininzi; nize nikwazi oku, okokuba ukulingwa kwokolo lwenu kulwenza unyamezelo. Maluti unyamezelo lube nomsebenzi walo wonke, nize nibe ngabafezekileyo nabangenandawo, nabangasweli luto. Ukuba kuk' okuni oswele ubulumko, makacele ku-Tixo, obapayo abantu bonke ngesisa engohlwayi, woza apiwe ke. Kodwa makacele ngokolo, engatandabuzi, ngokuba otandabuzayo uyafana namaza olwandhle aqutywayo akahleliswe ngumoya. Lomntu makangati



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

uyakuzuza into e-Nkosini. Umntu onkliziyo mbini akaqinisiwe ezindhleleni zake zonke. Makati umzalwane olulamileyo avuyiswe ngokupakanyiswa kwake; nosisityebi ekutotyweni kwake; ngokuba eyakupela njengembali yengca. Ngokuba ilanga lakupuma ngobushushu, liselibunisa ingca, iti imbali yayo iwe, bupele ubuhle bokubonakala kwayo: kwanjalo nosisityebi uyabuna ezindhleleni zake. Unetamsanqa umntu onyamezela imbandezelo; ngokuba akulingwa uyakuzuza isitsaba sobomi ebisitembisile i-Nkosi kubayitandayo.

*Ivangelana.* Johane xiv. 1.

WATI u-Yesu kubadisipile bake, Inkliziyo yenu maingabi nasitukutezi; niyakolwa ku-Tixo, kolwani nakum. Endhlwini ka-Bawo kuko indawo ezininzi; ukuba bekungenjalo, ngendinixelele. Ndiya kunilungisela indawo: ndoza nditi ukuba ndiye ndinilungisele indawo ndize kanjako, ndinitabatele kum, nize nibelapo ndikona. Nalapo ndiya kona niyazi, nendhlela niyayazi. Wati u-Tomasi kuye, Nkosi, asazi apo uya kona, singatinina nokuyazi indhlela? Wati u-Yesu kuye, Mina ndiyindhlela, ndiyinyaniso, ndibubomi: akuk' ozayo ku-Yise ongezi ngam. Ukuba benindazile, ngenimazile no-Bawo: nasemva kwoku niyamazi, nimbonile. Wati u-Filipi kuye, Nkosi, sibonise u-Yise, kwakuyakusanela. Wati u-Yesu kuye, Sekulixesha elingaka ndinani, akukandazi na, Filipi? Ondibonileyo umbonile no-Yise; utinina ke ukuti, Sibonise u-Yise? Akukolwa na okokuba ndiku-Yise,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

no-Yise ukum? Amazwi endiwatetayo kuni andiwateti ngokwam, kodwa u-Yise ohleli kum, nguye noyenzayo lemisebenzi. Kolwani kum, okokuba ndiku-Yise, no-Yise ukum; ukuba anikolwa koku, kolwani ngenxa yemisebenzi. Ngokwenene, ngokwenene nditi kuni, Okolwayo kum uyakuyenza imisebenzi endiyenzayo naye, woza ayenze imisebenzi emikulu kulè; ngokuba ndiya ku-Bawo. Nento eniyakuyicela Egameni lam ndiyakuyenza, aze u-Yise angcwaliswe ku-Nyana. Ukuba niyakucela into Egameni lam, ndiyakuyenza.

---

## IMINI KA-BANABASI UMPOSTILE.

*Intandazwana.*

NKOSI Tixo onamandhla onke, owamvatisa um-Postile wako ongcwele ongu-Banabasi ngezipo ezikulu zo-Moya Oyingcwele; Siyakukunga ukuba maungasishiyi singenazo izipo zako ezininzi, singenalufefe lwokukudumisa nokukungcwalisa ngazo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo xi. 22.

ZAVAKALA ezindaba e-Kerikeni ebise-Yerusaleme; baza batuma u-Banabasi, ukuba aye kufika e-Antiyoke. Owati, akufika walubona ufefe luka-Tixo, wavuya; wabayaleza bonke okokuba mabati ngokuqiniswa kwenkliziyo banamatele e-Nkosini. Ngokuba ebeyindoda elungileyo, ezele ngu-Moya Oyingcwele, nokolo: kwaza kwongezelelwa aba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ntu abaninzi e-Nkosini. Wesuka u-Banabasi waya e-Tasusi ukuya kumfuna u-Saule. Wati akumfumana, wamsa e-Antiyoke. Baza bagqiba umnyaka wonke kona behleli ne-Kerike, befundisa abantu abaninzi : baza abadisipile baqala e-Antiyoke ukubizwa ngokutiwa bangaba-Kristu. Kwati ngalomihla kwafika abaprofite e-Antiyoke bevela e-Yerusaleme. Wesuka omnye wakubo ogama belingu-Agabusi, washumayela ngo-Moya okokuba bekuyakubako indhlala enkulu kuwo wonke umhlaba; eyafika ngemihla ka-Klodiyusi Kesare. Bandul' abadisipile bonke ngabanye ngokwamandhla abo bahlanganisana ukuze batume uncedo kubazalwane abebehleli e-Judeya. Benjenjalo ke, balutuma kubongameli ngezandhla zo-Banabasi no-Saule.

*Ivangelana.* Johane xv. 12.

UMTETO wam nguwo lo, Wokokuba nitandane, njengokuba bendinitandile nam. Akuk' onotando olungapezu kwolu, lwokokuba umntu abuncamele izihlobo zake ubomi bake. Nina nizizihlobo zam, ukuba niyakwenza endikuniyalelayo. Emva kwoku andisanibizi ngokuti nizizicaka, ngokuba isicaka asiyazi into enziwa yinkosi yaso: kodwa ndinibizile ngokuti nizizihlobo ; ngokuba ndinazisile into zonke endizivileyo ku-Bawo. Andiqashwanga nini, ndim oqashe nina, ndanidala, nize niye nivelise isiqamo, size isiqamo senu sihlale: ukuze into enisukuba niyayicela ku-Yise Egameni lam, anenzele yona.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## IMINI KA-JOHANE UMBATIZESHI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owati ngobulumko bako wenza ukuba isicaka sako u-Johane Umbatizeshi azalwe ngokungumangaliso, atunyelwe ukulungisa indhlela yo-Nyana wako u-Msindisi wetu, ngokushumayela uguquko; Zusenze okokuba senjenjalo ukulandela imfundiso yake nobomi bake obungcwele, size siguquke ngokwenene ngokushumayela kwake; siti ngomlinganiso wake sitete inyaniso ngamaxesha onke, sitetise inkohlakalo singoyiki, sive ubunzima ngokunyamezela ngenxa yenyaniso; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Yisaya xl. 1.

BATUTUZELENI, batutuzeleni abantu bam, utsho u-Tixo wenu. Tetani ngokututuzela ku-Yerusaleme, nidandulukele kuyo, niti, Ukulwa kwayo kupelile; nesono sayo sixolelwe: ngokuba zonke izono zayo zipindezelelwe kabini sisandhla se-Nkosi. Ilizwi lodandulukayo enklango ngokuti, Lungisani indhlela ye-Nkosi, nimenzele u-Tixo wetu indhlela ebanzi nelungeleleneyo enklango. Yonke imifula iyakuditywa, ziti nazo zonke intaba nenduli zitotywe, ziti indawo ezigoso zilungiswe, nezinemigongxo zigudiswe. Lwoti udumo lwe-Nkosi lubonakaliswe, nako konke okuyinyama kuyakulubona ndawonye: ngokuba kutetwe ngumlomo we-Nkosi. Lati



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ilizwi, Danduluka. Wati, Nditinina? *Lati*, Konke okuyinyama kuyingca, nabo bonke ubuhle bayo bunjengembali yengca. Ingca iyoma, imbali iyabuna, ngokuba u-Moya we-Nkosi uyavutela pezu kwayo: ngokwenene abantu bayingca. Ingca iyoma, imbali iyabuna; kodwa ilizwi lo-Tixo wetu liyakuhlala kude kube ngunapakade. Wena, oza nendaba ezilungileyo kwi-Ziyone, nyukela entabeni epakamileyo: wena, oza nendaba ezilungileyo kwi-Yerusaleme, pakamisa ilizwi lako ngamandhla; lipakamise, ungoyiki, yiti kwizixeko zakwa-Juda, Kangelani u-Tixo wenu. Yiti, i-Nkosi engu-Tixo iyakuza enesandhla esomeleleyo, nengalo yake iyakuzipatela ubukumkani: umvuzo wake ukuye, nomsebenzi wake upambi kwake. Uyakudhlisa umhlambi wake njengumalusi; uyakubuta amatakane ngengalo yake, awatwale esifubeni sake, azihambise kuhle ezimitiyo.

*Ivangelana.* Luke i. 57.

LAZA lazaliseka ixesha lika-Elizabete lokuba azale; waza wazala unyana. Baza abamelwane nabantu bakowabo beva okokuba i-Nkosi ibibonakalise ufefe olukulu pezu kwake; baza bavuya ndawonye naye. Kekaloku ke ngemini yesibozo beza ukumalusa umntwana, bambiza ngokuti ngu-Zakariya ngegama likayise. Wapendula unina wake wati, Hayi; kodwa uyakubizwa ngokutiwa ngu-Johane. Bati kuye, Akuko mntu wakowenu obizwa ngelogama. Baza benza iziboniso kuyise, zokokuba unga angabizwa ngokutiwa



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nina. Wati ebiza ilitye lokubala, wabala ngokuti, Igama lake lingu-Johane. Baza bati nqa bonke. Kwati kwa ngeloxeshana kwavuleka umlomo wake, kwakululeka nolwimi lwake, wateta, edumisa u-Tixo. Kwaza ukwoyika kwabahlela bonke abebehleli ngakona; zati zonke eziteto zaduma kulo lonke ilizwe lasezintabeni zase-Judeya. Baza bonke abazivayo bazigcina ezinkliziyweni zabo, besiti, Uyakuba ngumntwana onjanina lo? Nesandhla se-Nkosi besipezu kwake. Waza u-Zakariya uyise wake wazaliswa ngo-Moya Oyingcwele, waprofitesha, esiti, Mayidunyiswe i-Nkosi u-Tixo wo-Sirayeli: ngokuba utyelele ebantwini bake wabakulula, usivusele usindiso olunamandhla endhlwini ka-Davide isicaka sake; njengokuba ebetetile ngomlomo wabaprofite bake abangcwele, abebeko kwasekuqaleni kwomhlaba; okokuba sisindiswe ezintshabeni zetu, nasesandhleni sabo bonke abasitiyayo; aze alunike ufefe abelutembisile kobawo betu, akumbule ucebano lwake olungcwele; *aze asenze* isifungo abesifungile kubawo wetu ku-Abrahame, esokuti uyakusinika, okokuba sikululwe esandhleni sentshaba zetu, sinkonze singenakwoyika, ngobungcwele nangobulungisa ebusweni bake yonk' imihla yobomi betu. Nawe, Mntwana, uyakubizwa ngokutiwa ungum-Profite w-Opezu konke: ngokuba uyakwandulela ubuso be-Nkosi ukulungisa indhlela zayo; ukwazisa ebantwini bayo usindiswa, lwokuxolelwa kwezono zabo, ngalo utando nobubele buka-Tixo wetu, ekungabo efikile kuti Osisifingo sapezulu;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukukanyisela abahleli ebumnyameni nasetunzini lokufa, nokukokela inyawo zetu endhleleni yoxolo. Waza umntwana wakula, womelela emoyeni; wabasenklango yada yafika imini yokubonakaliswa kwake ko-Sirayeli.

---

## IMINI KA-PETROSI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, ote ngo-Nyana wako u-Yesu Kristu wampa um-Postile wako u-Petrosi izipo ezininzi nezilungileyo, wamyala okokuba awudhlise umhlambi wako; Zuwenze, siyakukunga, ukuba bonke o-Bishope naba-Fundisi bashumayele ngokukuteleyo ilizwi lako elingcwele, bati nabantu balive balenze, baze bazuze isitsaba sobungcwalisa obungapeliyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo xii. 1

KEKALOKU ke ngeloxesha u-Herode ukumkani wazolula izandhla zake ukuze azinge abatile abase-Kerikeni. Waza wambulala u-Yakobi umkuluwe ka-Johane ngesi*r*ele. Wati akubona ukuba kuyatandeka kuba-Yodi, wahambisa ngokumbamba no-Petrosi. (Bekuyimihla yesonka esingenagwele oko.) Wati akuba ebembambile, wamfaka entolongweni, wamnikela kumaqela amane amasodati aze amgcine, efuna ukuba amkupele ebantwini emva kwepasika. Kekaloku u-Petrosi ebegcinwa entolongweni; koko i-Kerike ibimtandazela ku-Tixo ngokungayeki.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Kekaloku manxa u-Herode ebeza kumkupa, kwa ngobobusuku u-Petrosi wayelele pakati kwamasodati amabini, ebotshiwe ngemixokolelwane emibini; nabalindi abebepambi kwocango bebelinda intolongo. Yati ingelosi ye-Nkosi yema pezu kwake, kwaza kwakanya isikanyiso entolongweni, yaza yalicukumisa icala lika-Petrosi, yamvusa, isiti, Vuka kamsinya. Yaza imixokolelwane yawa ezandhleni zake. Yati ingelosi kuye, Zibinqe, unxibe izihlangu zako: wenjenjalo ke. Yaza yati kuye, Yambate ingubo yako, undilandele. Wapuma ke, wayilandela; engazi ukuba kuyinyaniso kusinina into ebisenziwa yingelosi; koko ebesiti, ubone umboniso. Bakuba bebegqitile kweyokuqala neyesibini indawo ebinabalindi, bafika elucangweni lwentsimbi oluvulela esixekweni, olwabavulekela ngokwalo; baza bapuma, bagqiba esinye isitrate, yati ingelosi kwa ngeloxeshana yemka kuye. Waza u-Petrosi akuqonda, wati, Kaloku ndiyazi ngokwenene, okokuba i-Nkosi itumile ingelosi yayo, yandikupa esandhleni sika-Herode, nakuko konke ukungxamela kwesizwe saba-Yodi.

*Ivangelana.* Mateyu xvi. 13.

WATI u-Yesu akufika ezweni lase-Kesareya Filipi, wabuza kubadisipilebake, esiti, Bati abantu ndingubanina mina u-Nyana womntu? Baza bati, Inxenye iti ungu-Johane Umbatizeshi, abanye bati ungu-Eliyasi, nabanye bati ungu-Jeremiya, umhlaumbi omnye wasebaprofiteni. Wati kubo, Kodwa nina



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

niti ndingubanina ? Wapendula u-Simone Petrosi wati, Ungu-Kristu u-Nyana ka-Tixo ohleliyo. Wapendula u-Yesu wati kuye, Unetamsanqa wena, Simone Bajona : ngokuba akukutyilelwanga yinyama negazi, kodwa ngu-Bawo osezulwini. Kanjalo nditi kuwe, Ungu-Petrosi, ndiyakuti pezu kwolulwalwa ndiyake i-Kerike yam ; namasango enklalo yabafileyo akasayikuyoyisa. Ndiyakuzinikela kuwe izitshixo zobukumkani bezulu : nokusukuba uyakukubopa emhlabeni kuyakubotshwa nasezulwini ; nokusukuba uyakukukulula emhlabeni kuyakukululwa nasezulwini.

---

## IMINI KA-YAKOBI UMPOSTILE.

### *Intandazwana.*

ZUWENZE, Tixo onotaru, okokuba, njengokuba um-Postile wako ongcwele u-Yakobi wamshiya uyise nako konke ebenako, weva ukubizwa ngu-Nyana wako u-Yesu Kristu, wamlandela ngokungatandabuzi ; kwa njalo tina sizishiya zonke inkanuko zenyama nomhlaba sihlale singxamel' ukulandela imiteto yako eyingcwele ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo xi. 27, *nesiqingata* sesahluko xii.

KWATI ngalomihla kwafika abaprofite e-Antiyoke bevela e-Yerusaleme. Wesuka omnye wakubo ogama belingu-Agabusi, washumayela ngo-Moya okokuba bekuyakubako



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

indhlala enkulu kuwo wonke umhlaba; eyafika ngemihla ka-Klodiyusi Kesare. Bandul' abadisipile bonke ngabanye ngokwamandhla abo bahlanganisana ukuze batume uncedo kubazalwane abebehleli e-Judeya. Benjenjalo ke, balutuma kubongameli ngezandhla zo-Banabasi no-Saule. Kekaloku ke ngeloxesha u-Herode ukumkani wazolula izandhla zake ukuze azinge abatile abase-Kerikeni. Waza wambulala u-Yakobi umkuluwe ka-Johane ngesirele. Wati akubona ukuba kuyatandeka kuba-Yodi, wahambisa ngokumbamba no-Petrosi.

*Ivangelana.* Mateyu xx. 20.

KWANDULA kweza kuye unina wabantwana baka-Zebede, enonyana bake, wambedesha, ecela into kuye. Wati kuye, Ufuna ntonina? Wati yena, Yitsho ukuba abababini onyana bam bahlale, omnye ngasekunene kwako, omnye ngasekohlo, ebukumkanini bako. Koko u-Yesu wapendula wati, Aniyazi into eniyicelayo. Ninako na ukusela kwindebe endiyakusela kuyo, nokubatizeshwa ngobatizesho endibatizeshwa ngalo na? Bati kuye, Sinako. Wati kubo, Niyakusela okwenene kwindebe yam, nibatizeshwe ngobatizesho endibatizeshwa ngalo: kodwa ukuhlala ngasekunene nangasekohlo kwam, asikukokwam ukupa; kupela kwababakulungiselweyo ngu-Bawo. Kekaloku abalishumi bakuva oko, babaqumbela abazalwane ababini. Koko u-Yesu wababizela kuye, wati, Niyazi ukuba inkosi zabaheyideni ziyabapata ngobukosi,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nabangabakulu bayabapata ngamandhla. Kodwa akuyikuba njalo pakati kwenu: kodwa osukuba efun' ukuba mkulu, makabe ngumkonzi wenu; nosukuba efun' ukuba yinkosi pakati kwenu, makabe sisicaka senu: njengokuba u-Nyana womntu akeza ukuba akonzwe, kodwa ukuba akonze, anikele ubomi bake bube sisizi sabaninzi.

---

## IMINI KA-BATOLOMEYU UMPOSTILE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, owampa um-Postile wako u-Batolomeyu ufefe lwokokuba akolwe ngokwenene alishumayele i-Lizwi lako; Zuwenze, siyakutandaza, okokuba i-Kerike yako ilitande elo-Lizwi ewakolwa lilo, ize ilishumayele ilamkele; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Izenzo v. 12.

KWAZA kwenziwa imiqondiso nemimangaliso emininzi pakati kwabantu ngezandhla zaba-Postile: (baza bebendaweninye bonke ngenkliziyonye entendelezweni ka-Solomone: akwabiko namnye pakati kwabanye ongangazibandakanyisa kubo: kodwa banconywa ngabantu: aza amakolwa ongezelelwa e-Nkosini, izihlwele zamadoda nabafazi :) bada bazisa nabafayo ezitrateni, babalalisa pezu kwenkuko nezandhlalo, size nesitunzi sika-Petrosi siyisibekelele inxenye yabo akudhlula. Kweza nesihlwele sasemizini engase-Yerusa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

leme, sisiza nabafayo, nabebebandezelwe ngomoya abancolileyo ; baza bapiliswa bonke.

*Ivangelana.* Luke xxii. 24.

KWABAKO nempikisano pakati kwabo, eyokuba nguwupina ongati ngomkulu. Wati kubo, Okumkani babaheyideni bayabapata ngobukosi, bati abongamelayo kutiwa bangabancedi. Kodwa nina aniyikuba njalo : omkulu pakati kwenu makabe njengomncinane ; oyinkosi abe njengokonzayo. Ngowupina omkulu, ngohleli ekutyeni, ngokonzayo, kusinina? asingohleli ekutyeni na? mina ndipakati kwenu njengokonzayo. Nina ningabebehleli kum ekulingweni kwam. Ndiyanimisela ke ubukumkani, njengokuba u-Bawo endimisele naye ; ukuze nidhle nisele etafileni yam ebukumkanini bam, nihlale ezihlalweni zobukosi, nigweba izizwe ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli.

---

## IMINI KA-MATEYU UMPOSTILE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owati ngaye u-Nyana wako odunyisiweyo wambiza u-Mateyu esekubuteni iminikelo abe ngum-Postile no-Mbali wevangeli; Sipe ufefe lwokokuba silahle lwonke unqweno notando olukulu lwobutyebi, simlandele lowo ongu-Nyana wako u-Yesu Kristu, ohleliyo epet' ubukosi ndawonye nawe, no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Incwadana.* 2 Kuma-Korinte iv. 1.

NGAKO oko sinobubukonzi nje, njengokuba silwamkele ufefe, asenzi ngobutataka; kodwa silahlile izinto zehlazo ezifihlakeleyo, singahambi ngenkohlakalo, singalipati i-Lizwi lika-Tixo ngobumenemene, kodwa ngokubonakalisa inyaniso sitandeke kwisazelo sabantu bonke ebusweni buka-Tixo. Kodwa ukuba i-Vangeli yetu ifihliwe, ifihlekile kubalahlekileyo: ewati u-Tixo walomhlaba wazenza imfama inkliziyo zabangakolwayo, hleze isikanyiso se-Vangeli engcwalisekileyo ka-Kristu, ongumfanekiso ka-Tixo, sikanye pezu kwabo. Ngokuba asizishumayeli ngokwetu, *simshumayela* u-Kristu Yesu oyi-Nkosi; tina sizicaka zenu ngenxa yake u-Yesu. Ngokuba u-Tixo, owatsho ukuba isikanyiso masikanye ebumnyameni, ukanyile ezinkliziyweni zetu, kuze kukanye ukwaziwa kwobungcwalisa buka-Tixo, ebusweni buka-Yesu Kristu.

*Ivangelana.* Mateyu ix. 9.

WATI u-Yesu edhlulakona, wabona umntu ogama belingu-Mateyu, ehleli endaweni yokubuta iminikelo: wati kuye, Ndilandele. Wesuka, wamlandela. Kekaloku u-Yesu ehleli ekutyeni endhlwini, kweza ababuti beminikelo abaninzi naboni, bahlala pantsi ndawonye naye nabadisipile bake. Baza abafarisi bakubona oko, bati kubadisipile bake, Yinina ukuba u-Mfundisi wenu adhle ndawonye nababuti beminikelo naboni? Waza u-Yesu akuva oko, wati kubo, Abapilileyo abasweli



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

gqi*r*a, ngabafayo bodwa. Kodwa hambani nifunde ukuba kukutinina ukuti, Ndiyatanda ufefe, ndingalitandi idini; ngokuba andize kubiza abalungileyo ekuguqukeni, *ndize kubiza* aboni.

---

## IMINI KA-MIKAYELI NEYENGELOSI ZONKE.

*Intandazwana.*

TIXO ongunapakade, owadala wamisa inkonzo zengelosi nezabantu ngomiselo owungumangaliso; Zusipe ngofefe, okokuba, njengokuba ingelosi zako ezingcwele zihlala zikukonza ezulwini, ziti ngomiselo wako zisisize zisigcine emhlabeni; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Isityilo xii. 7.

BEKUKO imfazwe ezulwini: o-Mikayeli nengelosi zake balwa ne*r*amnco, lati i*r*amnco lalwa nalo nengelosi zalo; azaboyisa, akwabisafunyanwa indawo yazo ezulwini. Laza lalahlelwa pandhle i*r*amnco elikulu, lonyoka endala, ekutiwa ngumtyoli no-Satane, ekohlisa umhlaba wonke; yalahlelwa emhlabeni, nengelosi zayo zalahlelwa pandhle ndawonye nayo. Ndaza ndeva ilizwi elikulu lisiti ezulwini, Kaloku kufikile usindiso, namandhla, nobukumkani bo-Tixo wetu, nobukosi buka-Kristu wake: ngokuba umtyoli wabazalwane betu ulahlelwe pantsi, obebatyola pambi kwo-Tixo wetu emini nasebusuku. Baza bamoyisa



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngegazi loyi-Mvana, nangelizwi lesingqino sabo; baza ababutanda ubomi babo kwada kwasekufeni. Ngako oko vuyani mazulu, nani enihleli kuwo. Kwoba kubi kubahleli emhlabeni, naselwandhle: ngokuba u-Satane uhlele kuni, enomsindo omkulu, esazi nje ukuba ixesha lake lifutshane.

*Ivangelana.* Mateyu xviii. 1.

KEKALOKU ngeloxesha beza abadisipile ku-Yesu, besiti, Omkulu ebukumkanini bezulu ngubanina? Waza u-Yesu wabizela umntwana kuye, wammisa pakati kwabo, wati, Ngokwenene nditi kuni, Ukuba aniguquki, nibe njengabantwana, anisayikungena ebukumkanini bezulu. Ngako oko osukuba ozitobayo njengalomntwana, nguye nongumkulu ebukumkanini bezulu. Nosukuba eyakwamkela nokuba mnye umntwana onjengalò Egameni lam, uyamkela mina. Kodwa osukuba eyakukubekisa noko emnye kwababancinane abakolwa kum, ngekumlungele ukuba bekubotshelelwe ilitye lokusila entanyeni yake, wantywiliswa ezinzulwini zolwandhle. Kwoba kubi kumhlaba ngenxa yezikubekiso: ngokuba izikubekiso zifanel' ukuza; koko kwoba kubi kulomntu eziyakuza ngaye izikubekiso. Ngako oko ukuba isandhla sako nokuba unyawo lwako luyakukubekisa, zinqumle, uzilahle: ngokuba kukulungele ukuba ungene ebomini usisiqwala uyinxwelera, pezu kwokuba unezandhla ezibini nenyawo ezimbini uposelwe emlilweni ongapeliyo. Kanjalo ukuba iliso lako liyakukubekisa linco-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

tule, ulilahle: kukulungele ukuba ungene ebomini uneliso linye, pezu kwokokuba uti unamehlo mabini uposelwe esihogweni somlilo. Lumkani nize ningadeli noko emnye kwababancinane; ngokuba ndisiti kuni, Okokuba ezulwini ingelosi zabo zihlala zibukangela ubuso bo-Bawo osezulwini.

---

## IMINI KA-LUKE UMBALI WEVANGELI.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, owambiza u-Luke obeligqi*r*a, odumo luse-Vangeleni, abe ngu-Mbali wevangeli negqi*r*a lompefumlo; Mauvume okokuba zonke izifo zemipefumlo yetu zipiliswe ngayo imfundiso epilisayo eyanikelwa nguye; ngazo imfanelo zo-Nyana wako ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* 2 Ku-Timote iv. 5.

ZUTI wena ulinde entweni zonke, unyamezele imbandezelo, wenze umsebenzi wo-Mvangeli, ufeze ubukonzi bako. Ngokuba sendilungele ukunikelwa, nexesha lokumka kwam likufupi. Ukulwa okulungileyo ndikulwile, uhambo lwam ndilugqibile, inkolo ndiyigcinile. Emva kwoku kundibekelwe isitsaba sobulungisa, endiyakusipiwa yi-Nkosi, engu-Mgwebi olungileyo, ngalomini: endingayikusipiwa ndedwa, *abayakusipiwa* bonke abatanda ukubonakaliswa kwake. Zungxame uze kum kamsinya: ngokuba u-Demasi endishiyile, ewutandile lomhlaba okoyo, waya



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

e-Tesalonika; wati u-Kresensi *waya* e-Galate, u-Titusi *waya* e-Dalamatiya. Ngu-Luke yedwa okum. Mtabate u-Maraki uze naye: ngokuba uyancedeka kum ebukonzini. U-Tikikusi ndimtumele e-Efese. Wakuza zuyise longubo endayishiya e-Trowasi ku-Kapusi, nencwadi, koko eyona nto enkulu zizintsu zokubala. U-Alezanda incibi yentsimbi wandenzela ububi obukulu: i-Nkosi mayimvuze ngokwemisebenzi yake. Zumlumkele nawe, ngokuba ewalile kakulu amazwi etu.

*Ivangelana.* Luke x. 1.

EMVA kwoko i-Nkosi yamisa nabanye abebengamashumi asixenxe, yaza yabatuma ngababini pambi kwobuso bayo kuzo zonke izixeko nendawo apo ibizakuya ngokwayo. Yaza yati kubo, Ukuvuna kukulu ngokwenene, koko abasebenzi belula; tandazani kaloku e-Nkosini yokuvuna, ize ikupele abasebenzi ekuvuneni kwayo. Hambani indhlela zenu; ndiyanituma njengamaxwana pakati kwencuka. Ningapati nxowa yemali, neyempahla, nezihlangu, ningabulisi mntu endhleleni. Nendhlu enisukuba ningena kuyo, yitini kuqala, Makubeko uxolo kulendhlu. Ukuba kuko unyana woxolo kona, uxolo lwenu luyakuhlala pezu kwayo: ukuba akako, luyakubuyela kuni. Nize nihlale kulondhlu, nidhle nisele into enizipiwa ngabo: ngokuba osebenzayo uwufanel' umvuzo wake.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## IMINI YO-SIMONE NO-JUDE, ABAPOSTILE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, oyakileyo i-Kerike yako pezu kwesisekelo saba-Postile naba-Profite, u-Yesu Kristu ngokwake elilitye elikulu lembombo; Zuwenze okokuba senjenjalo ukubandakanyiswa ekuvumelaneni kwomoya ngemfundiso yabo, ukuba senziwe sibe yitempile engcwele netandekayo kuwe; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Jude 1.

U-JUDE, osisicaka sika-Yesu Kristu, nongumninawe ka-Yakobi, kubo bonke abenziwe ngcwele ngu-Tixo u-Yise, nabagciniweyo babizelwa ku-Yesu Kristu: Malwandiswe kuni ufefe, noxolo, notando. Batandwa, oko bendingxamele ukunibalela ngalo usindiso lwabantu bonke, bekufanele okokuba ndinibalele, ndiniyale, okokuba niyilwele inkolo eyaka yanikelwa kubangcwele. Ngokuba kuko abangene ngasese, abebeke bamiselwa okukugwetywa kwakudala; abangabakohlakeleyo, abaguqula ufefe luka-Tixo lube bubumenemene, abayikanyela ekupela kwe-Nkosi engu-Tixo, ne-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Ngako oko ndinga ndinganikumbuza, nokuba benike nakwazi oku, okokuba i-Nkosi, yakuba ibikulule abantu emhlabeni we-Jipete, yabuya yabatshabalalisa abebengakolwa. Kanjalo nengelosi ezite azayigcina inklalo yazo yangapambili, kodwa



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

zashiya indawo yokuhlala kwazo, uziqinisile ngemixokolelwane engunapakade ebumnyameni, kude kufike umgwebo wemini enkulu. Njengokuba i-Sodome ne-Gomora, nezixeko zakona, bezizinikela ngokunjalo kwimibulo, zalandela inyama yasemzini, zimisiwe zibe ngumlinganiso, zisiva nje ukwohlwaywa ngumlilo ongunapakade. Kwanjalo ke ababapupi bayancolisa inyama, badele abanobukosi, bagxeke abangapezu kwabo.

*Ivangelana.* Johane xv. 17.

EZIZINTO ndiyaniziyalela, zokokuba nitandane. Ukuba umhlaba uyanitiya, niyazi ukuba ubunditiya mina ungekanitiyi nina. Ukuba beningabomhlaba, umhlaba ubuyakubatanda abangowawo : kodwa ningengabomhlaba nje, koko ndininyulile emhlabeni, ngako umhlaba uyanitiya. Kumbulani ilizwi endaliteta kuni, *lokuti*, Isicaka asisikulu kwinkosi yaso : ukuba bebendibandezela mina, bayakunibandezela nani ; ukuba basigcinile isiteto sam, bayakusigcina nesenu. Kodwa zonke ezizinto bayakuzenza kuni ngenxa ye-Gama lam, ngokuba abamazi onditumileyo. Ukuba bendingezanga ndateta kubo ngebengabanga nasono : kodwa kaloku nje abanasifihlo sesono sabo. Onditiyayo mina uyamtiya no-Bawo. Ukuba bendingenzanga pakati kwabo imisebenzi engezanga yenziwe ngomnye umntu, ngebengabanga nasono : kaloku babonile, banditiya mina kwa no-Bawo. Kodwa oku kuhlile ukuze kuzaliseke ilizwi elibaliweyo emtetweni wabo, *lokuti*, Banditiya kungeko



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

tuba. Kodwa akufika u-Monwabisi, endiyakumtumela kuni evela ku-Yise, kwa u-Moya wenyaniso, opuma ku-Yise, uyakundinqinela. Niyakunqina nani, ngokuba benikum kwasekuqaleni.

---

## IMINI YABANGCWELE BONKE.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, obabandakanyisileyo ndawonye abaqashwa bako ngobukolwane nangobulingane emzimbeni wo-Nyana wako u-Kristu i-Nkosi yetu ; Zusipe ufefe lwokokuba senjenjalo ukufuza Abangcwele bako ngako ukuhlala okulungileyo nokungcwele, size sifike kulonyweba engenakubaliswa owayilungisela abakutandayo ngokwenyaniso ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Eyencwadana.* Isityilo vii. 2.

NDAZA ndabona enye ingelosi inyuka ecaleni lipuma ilanga, inesibalo so-Tixo ohleliyo, yaza yadanduluka ngelizwi elikulu kuzo ingelosi zone ebezinikelwe ukuba zicite umhlaba nolwandhle, isiti, Ningawuciti umhlaba, nolwandhle, nemiti, side sizibale emabunzini azo izicaka zo-Tixo wetu. Ndeva nenani lababaliweyo ; bekubalwe amawaka alikulu elinamashumi amane anane, kuzo zonke izizwe zosapo lwakwa-Sirayeli.

Kwesizwe sakwa-Juda bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Kwesizwe sakwa-Rubene bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Gade bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Asere bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Nefatale bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Manase bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Simeyone bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Levi bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Isakare bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Zabulone bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Josefe bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Kwesizwe sakwa-Benjamine bekubalwe amawaka alishumi elinamabini.

Emva kwoku ndakangela, kekaloku ke kwako isihlwele esikulu esingenakubalwa ngamntu, sazo zonke izizwe, nenklobo, nabantu, nenteto sema pambi kwesihlalo sobukumkani, napambi kw-Oyimvana, sivete ingubo ezimhlope, sipete amasebe ezandhleni zaso ; sadanduluka ngelizwi elikulu, sisiti, Usindiso malube ku-Tixo wetu ohleli esihlalweni sobukumkani, nakuye Oyimvana. Zaza ingelosi zonke zema zisingqonga isihlalo sobukumkani, nabadala, nezilo ezine, zawa pantsi ngobuso pambi kwesihlalo sobukumkani, za-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbedesha u-Tixo, zisiti, Amen; Makubeko udumiso, nobungcwalisa, nobulumko, nembeko, nobukosi, namandhla, ku-Tixo wetu kude kube ngunapakade. Amen.

*Ivangelana.* Mateyu v. 1.

WAZA u-Yesu ebona izihlwele, wenyukela entabeni; wati akuba ebehleli pantsi, beza kuye abadisipile bake. Waza wavula umlomo wake, wabafundisa esiti, Banetamsanqa abangamahlwempu ngomoya: ngokuba ubukumkani bezulu bubobabo. Banetamsanqa abalilayo: ngokuba beyakututuzelwa. Banetamsanqa abalulamileyo: ngokuba beyakulidhla ilifa lomhlaba. Banetamsanqa abalambela nabanxanelwa ubulungisa: ngokuba beyakuhlutiswa. Banetamsanqa abanofefe: ngokuba beyakupatwa ngofefe. Banetamsanqa abankliziyo engcwele: ngokuba beyakumbona u-Tixo. Banetamsanqa abaxoli: ngokuba beyakubizwa ngokutiwa balusapo luka-Tixo. Banetamsanqa abazingwayo ngenxa yobulungisa: ngokuba ubukumkani bezulu bubobabo. Ninetamsanqa nina, bakunituka abantu, banizinge, batete konke okubi ngani ngobuxoki ngenxa yam. Vuyani, nigcobe kakulu; ngokuba umkulu umvuzo wenu ezulwini: ngokuba babenjenjalo ukubazinga abaprofite abebeko ningekabiko nina.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ISIMISELO

### SOKWENZIWA KWESIDHLO SENKOSI

# ESINGUMTENDELEKO ONGCWELE.

¶ *Bonke abafun' ukungena Emtendelekweni mabawaxele amagama abo ku-Mfundisi, engekafiki imini yokwenziwa kwawo.*

¶ *Ukuba kuko pakati kwabo ongokohlakeleyo kwasekuhleni nomonileyo umelwane wake ngelizwi nokuba kungokwenza kwake, wayiqumbisa inklanganiso ngokwenjenjalo; uyakuti u-Mfundisi akwazi oko, ambize amyale kunene okokuba makangake alinge ukuza etafileni ye-Nkosi, engekazishumayeli kwasekuhleni ukuba uguqukile ngokwenyaniso, wakulungisa ukuhlala kwake obekukohlakele, ize inklanganiso yonwabe ebiqunjisiwe; nokuba ubalungisele abobantu abebesoniwe nguye; ati umhlaumbi ashumayele ukuba uyakukwenza oko akuba namandhla okwenjenjalo.*

¶ *Umfundisi uyakwenza kwa ngokunjalo kubo abantu ababonakalayo ukuba banotiyano nomona pakati kwabo; engabavumeli ukuba babe ngabamkeli etafileni ye-Nkosi, ade abone ukuba baxolelene. Ukuba omnye wabobantu abaqumbelene njalo uyavuma ukumxolela ngenkliziyo yake yonke konke omnye amone ngako, avume ukumbuyisela konke amone ngako naye; kanti omnye akavumi ukuxolelana naye, ati kodwa ahlale ngomona nenkani zake: u-Mfundisi uyakumamkela oguqukileyo Emtendelekweni ongcwele, amalele ongaguqukanga. Woti u-Mfundisi obakupayo abatile njengokubaliweyo*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

*kwezizahluko, ababike ku-Mfundisi omkulu zingekagqiti intsuku ezilishumi elinane. No-Mfundisi omkulu uyakubapata abobantu ngokwomteto omisiweyo.*

¶ *Maiti Itafile ngexesha lomtendeleko ibe nengubo emhlope etambileyo pezu kwayo, ime pakati kwe-Kerike, umhlaimbi ngecala elingasenkla apo imitandazo yakusasa neyangokuhlwa imiselwe ukwenzelwa kona. Woza um-Priste emi ngasetafileni ngecala lase-'north,' awutete Umtandazo we-Nkosi nentandazwana elandelayo, abantu beguqa ngamadolo.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke, onkliziyo zonke zivuleke kuwe, nenkanuko zonke zaziwa nguwe, kungeko mfihlakalo efihlakele kuwe; Zihlambulule inkumbulo zenkliziyo zetu ngokusipefumlela ngo-Moya wako Oyingcwele, size sikutande ngokuzalisekileyo, silidumise Igama lako elingcwele ngokufanelekileyo; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste, ebeka ngasenklanganisweni, ayishumayele ngelizwi elivakalayo yonke* imiteto elishumi; *bati abantu, besaguqa ngamadolo, bati*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*emveni kwemiteto yonke ngaminye bamtaruzise u-Tixo ngenxa yokuyigqita kwabo ngexesha elidhlulekileyo, bacele ufefe lwokuyigcina ngexesha elizayo, njengokulandelayo.*

*Umfundisi.*

U-TIXO wawateta lamazwi, esiti ; Mina ndiyi-Nkosi engu-Tixo wako : Akuyikuba nabo otixo bambi ngapandhle kwam.

*Abantu.* Nkosi sipate ngetaru, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyikuzenzela umfanekiso oqingqiweyo, nento efana nesezulwini pezulu, nesemhlabeni pantsi apa, nesemanzini ngapantsi kwomhlaba. Akuyikuzitobela kuzo, akuyikuzibedesha kanjalo : ngokuba mina oyi-Nkosi engu-Tixo wako ndingu-Tixo onobukwele, ndibuza izono zoyise kuzo intsapo, kude kube sesitatu nesesine isizukulwana sabanditiyayo, ndisenza ngofefe kumawaka abanditandayo nabayibambayo imiteto yam.

*Abantu.* Nkosi sipate ngetaru, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyikufumana ulibize Igama le-Nkosi engu-Tixo wako : ngokuba i-Nkosi engayikumyeka angbai natyala lowo ofumana elibiza Igama layo.

*Abantu.* Nkosi sipate ngetaru, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Kumbula umhla we-Sabata uwenze ngcwele wona. Uyakusebenza imihla ibe mitandatu, uwenze wonke umsebenzi wako ; kodwa umhla wesixenxe uyi-Sabata ye-Nkosi engu-Tixo wako. Akuyikwenza namnye



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

umsebenzi ngawo, kwa wena, nonyana wako, nentombi yako, nesicaka sako, nesicakakazi sako, nenkomo zako, nowasemzini osukuba esendhlwini yako. Ngokuba i-Nkosi yadala izulu nomhlaba, nolwandhle, nento zonke ezikona, ngemihla yamitandatu, yaza yapumla ngowesixenxe umhla: kungoko i-Nkosi yawutamsanqelisa umhla wesixenxe, yawenza ngcwele wona.

*Abantu.* Nkosi sipate ngeta*r*u, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Babeke oyihlo nonyoko; ize imihla yako yolulwe ezweni olipiwayo yi-Nkosi engu-Tixo wako.

*Abantu.* Nkosi sipate ngeta*r*u, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyikubulala.

*Abantu.* Nkosi sipate ngeta*r*u, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyiku*r*exeza.

*Abantu.* Nkosi sipate ngeta*r*u, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyikubà.

*Abantu.* Nkosi sipate ngeta*r*u, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyikuteta ubungqina obubuxoki ngaye umelwane wako.

*Abantu.* Nkosi, sipate ngeta*r*u, uzibekise inkliziyo zetu ekuwubambeni lomteto.

*Umfundisi.* Akuyikunqwenela indhlu yomelwane wako, akuyikunqwenela umfazi womelwane wako, nesicaka sake, nesicakazi sake, nenkabi yake, nehashe lake, nanye into eyeyomelwane wako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Abantu.* Nkosi sipate ngeta*r*u, uyibale yonke lemiteto yako ezinkliziyweni zetu, siyakutandaza.

¶ *Kwoza kulandele enye kwezintandazwana ezimbini zokutandazela Ukumkanikazi, um-Priste emi njengokwangapambili, esiti,*

Masitandaze.

TIXO onamandhla onke, obukumkani bungunapakade, nomandhla angenakwaliwa; Yiba nota*r*u pezu kwayo i-Kerike yonke; wenjenjalo ukuyipata inkliziyo yesicakakazi sako u-Vitoriya ongukumkanikazi nompati wetu, aze ati yena (ekumbula ukuba usisicakakazi sikabanina) azamele udumo lwako nobungcwalisa bako pezu kwento zonke: size siti tina, nabo bonke abantu bake (silikumbula apo livela kona igunya lake) simkonze ngenyaniso, simbeke, simpulapule ngokululamileyo, ngokufanelwe li-Lizwi lako nomteto wako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleliyo epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Umhlaimbi lentandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, siyafundiswa li-Lizwi lako elingcwele, okokuba inkliziyo zo-Kumkani zipantsi kwokupata kwako, nokokuba uyazijika uziguqule njengokungati kulungile kubo ubulumko bako: Siyakutandaza ngokululamileyo ukuba mawenjenjalo ukuyigcina nokuyipata inkliziyo ka-Vitoriya isicakakazi sako esingukumkani-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

kazi nompati wetu, aze ati yena, ngazo zonke inkumbulo zake, namazwi ake, nangazo zonke izenzo zake, ahlal' ezamela udunyiswa lwako nobungcwalisa bako, aze abakutalele ukubagcina abantu bako ababekiweyo pantsi kwokupata kwake, baze bahlale ngokwonwaba, nangoxolo, nangobulungisa: Kwenze oku, Bawo onofefe, ngenxa yo-Nyana wako otandiweyo, u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Kwoza kuti apa kutetwe Intandazwana yemini ekoyo. Woti um-Priste akuyigqiba Intandazwana ayileseshe Incwadana yemini ekoyo, esiti,* Incwadana [*ati umhlaimbi,* Isicatshulwa sezibalo ezingcwele esimiselwe Incwadana] ibaliwe kwisahluko — sencwadi — kuqala ngesahlukwana —. *Yakugqitywa Incwadana, uyakuti,* Iyapela apa Incwadana yanamhla. *Aze aleseshe Ivangelana (abantu bemi) ati,* Ivangelana engcwele ibaliwe kwisahluko — sika — kuqala ngesahlukwana —. *Yakugqitywa Ivangelana, kuyakuculwa, kuti umhlaimbi kutetwe Isivumo sokolo esilandelayo, bemi abantu njengokwangapambili.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo emnye u-Yise Onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba, Nento zonke ezibonakalayo nezingabonakaliyo:

Nakuyo i-Nkosi inye engu-Yesu Kristu, Okupela kwozelweyo u-Nyana ka-Tixo, Obezelwe ngu-Yise kungekabiko mhlaba, U-Tixo owazalwa ngu-Tixo, Nokukanya okwazalwa kukukanya, Nongu-Tixo wenene owazalwa ngu-Tixo wenene, Owazalwa, akadalwanga, Ongumnye no-Yise; Ezati zonke izinto zadalwa ngaye: Owati ngenxa yetu tina bantu



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

nangenxa yosindiswa lwetu wehla ezulwini, Wenziwa abe yinyama ngu-Moya Oyingcwele ngayo Intombi engu-Mariya, Wenziwa abe ngumntu, Waza wakuruseshwa ngenxa yetu ngu-Pontiyusi Pilati, Weva ubunzima, wangcwatywa, Wati ngomhla wesitatu wabuya wavuka ngokwezibalo, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kuka-Yise. Wobuya eze ngobungcwalisa aze kugweba abahleliyo nabafileyo : Nobukumkani bake abuyikuba nasipelo.

Ndiyakolwa ku-Moya Oyingcwele, Oyi-Nkosi Ongumniki wobomi, Ovela ku-Yise naku-Nyana, Obedeshiweyo odunyisiweyo kunye no-Yise no-Nyana, Owateta ngaba-Profite. Ndiyakolwa yi-Kerike inye ekatolika neyaba-Postile. Ndiyavuma u-Batizesho lunye lwokuxolelwa kwezono, Ndiyakukangela ukuvuka kwabafileyo, Nobomi belizwe elizakubako. Amen.

¶ *Andul' u-Mfundisi axele ebantwini imihla engcwele nemihla yokuzila efanel' ukugcinwa ngevike elandelayo. Ati (ukuba kufanelekile) ayishumayele imini yokuzakwenziwa Umtendeleko; kuleseshwe nencwadana ezivela ku-Mfundisi omkulu, nezokukupa abantu ekerikeni. Ngumfundisi kupela ongashumayelayo into e-Kerikeni, ngexesha lombedesho, naye akanakushumayela nto engavunyelwanga yimiteto yalencwadi, nengayalezwanga ngu-Kumkanikazi, nokuba ngu-Mfundisi omkulu walomzi.*

¶ *Kwandul' ukulandela Intshumayelo.*

¶ *Woza um-Priste abuyele etafileni ye-Nkosi, aqale umnikelo, eteta kwezizahlukwana ezilandelayo ngenani alibonayo ukuba liwufanele.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

KWANJALO ukukanya kwenu makukanye pambi kwabantu, baze bayibone imisebenzi yenu elungileyo, bamdumise u-Yihlo osezulwini. *Mateyu* v.

Ningaziqwebeli indyebo emhlabeni, apo kudhla inundu nomhlwa, nalapo amasela agqoboza ebe kona: kodwa ziqwebeleni indyebo ezulwini, apo kungadhli inundu nomhlwa, nalapo amasela angagqobozi ebe kona. *Mateyu* vi.

Into eninga ningenziwa yona ngabantu, benzeni kwa yona; ngokuba oku kungumteto nabaprofite. *Mateyu* vii.

Asingabo bonke abatshoyo kum ukuti, Nkosi, Nkosi, abayakungena ebukumkanini bezulu; kodwa ngoyenzayo intando ka-Bawo osezulwini. *Mateyu* vii.

Wesuka u-Zakeyu, wati e-Nkosini, Kangela, Nkosi, isiqingata sempahla zam ndiyazipa amahlwempu; nokuba kuko mntu endimone ngento, ndiyambuyisela kane. *Luke* xix.

Ngubanina opum' umkosi ongenamvuzo? Ngubanina otyala umyezo, angadhli kwiziqamo zawo? Ngubanina owalusayo umhlambi, angadhli kuwo amasi omhlambi? 1 *Kuma-Korinte* ix.

Ukuba tina besinihlwayele izinto zomoya, kuyinto enkulu na ukuba sivune into zenu zasemhlabeni? 1 *Kuma-Korinte* ix.

Anazi na ukuba abasebenzayo ezintweni ezingcwele bayadhla kokwetempile; nabo bakonzayo elatareni bayahlulelana nelatare? Kwanjalo i-Nkosi ibimisile, ukuba abayishumayelayo i-Vangeli bapile kwange-Vangeli. 1 *Kuma-Korinte* ix.



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ohlwayelayo ngokuncinane wovuna kwa ngokuncinane; nohlwayelayo kakulu wovuna kwa ngokukulu. Mabati bonke abantu benze ngokutanda kwenkliziyo zabo, kungabi ngokuvimba, nangokunyanzelwa; ngokuba u-Tixo emtanda opayo ngovuyo. 2 *Kuma-Korinte* ix.

Makati ofundiswayo Ilizwi abele ofundisayo into zonke ezilungileyo. Maningakohliswa, u-Tixo akanakuhlekwa: ngokuba into asukuba ayihlwayelayo umntu uyakuyivuna kwa yona. *Kuma-Galate* vi.

Masiti ke, sinexesha, sibenzele abantu bonke okulungileyo, kakulu abangabendhlu yokolo. *Kuma-Galate* vi.

Inkonzo ka-Tixo iyinzuzo enkulu, ukuba sikutomalele oko sinako: ngokuba singezanga nanto ukuza kwetu emhlabeni, asinakupuma nanto kanjako. 1 *Timote* vi.

Bayaleze abazizityebi kulomhlaba, ukuba mabanganqeni ukupa, mabatande ukwabelana; bezenzela isiseko esilungileyo sexesha eliza kuza, baze bazuze ubomi obungunapakade. 1 *Timote* vi.

U-Tixo akangongalungileyo, ukuba ayilibale imisebenzi yenu nomzamo wotando lwenu; eniluvelisileyo ngenxa ye-Gama lake, enibakonzileyo abangcwele, nenisabakonza kanjalo. *Kuba-Hebrewu* vi.

Ningakulibali ukwenza okulungileyo, nokwabelana; ngokuba u-Tixo uyawatanda amadini anjalo. *Kuba-Hebrewu* xiii.

Osukuba enempahla zelilizwe, ambone umzalwane wake eswele, ati noko amvingcele



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

umbilini wake, lungatinina utando luka-Tixo ukuhlala kuye? 1 *Johane* iii.

Yenza amalizo ngempahla zako, ungaz' ubufihle ubuso bako kolihlwempu; boti ubuso be-Nkosi bungazi bufihlwe kuwe. *Tobite* iv.

Yiba nesisa ngokwamandhla ako. Ukuba unokuninzi, yipa ngokuninzi; ukuba unokuncinane, yipa ngokukuteleyo kokokuncinane: ngokuba ngokwenjenjalo uyaziqwebela umvuzo olungileyo owemini yokuswela. *Tobite* iv.

Okedamela amahlwempu uyaboleka e-Nkosini: nako konke akukupayo kuyakubuyiselwa kuye. *Imizekeliso* xix.

Unetamsanqa umntu otukutezelelayo abafayo nabasweleyo: i-Nkosi iyakumkulula ngexesha lembandezelo. *Iculo* xli.

¶ *Kwoti kusatetwa ezinye kwezizahlukwana kuhlanganiswe amalizo enzelweyo amahlwempu kwa neminye iminikelo yabantu, ngamadikone nangabancedi nangabanye abantu abafanelekileyo, ngezitya eziwumiselwe lomsebenzi: bazizise kum-Priste, oyakuzibeka ngokululamileyo pezu kwetafile engcwele.*

¶ *Kwoti ukuba kuzakwenziwa Umtendeleko, um-Priste uyakubeka pezu kwetafile isonka neveyine elaneleyo inani labantu. Emva kwoku um-Priste uyakuti,*

Masitandazele yonke inklanganiso ye-Kerike ka-Kristu esekoyo emhlabeni apa.

TIXO onamandla onke ongunapakade, osifundisileyo ngom-Postile wako ongcwele ukuba sibenzele abantu bonke imitandazo, nezitaruziso, nemibulelo; Siyakukunga ngo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kululamileyo ukuba mauti ngofefe lwako uyamkele* [lamalizo naleminikelo] nalemitandazo esiyinikela kubo ubukulukazi bobu-Tixo bako; sikutandaza ukuba mauhlal' uyivusa i-Kerike yonke ngomoya wenyaniso, nowoxolo, nowovumelano: Zuwenze okokuba bonke abavuma Igama lako elingcwele bavumelane ngokwenyaniso ye-Lizwi lako elingcwele, bahlale ngoxolo nangotando. Siyakukunga okokuba ubagcine bonke okumkani nabazinkosi nabapati abangaba-Kristu; simtandazela ngokungapezulu u-Vitoriya Ukumkanikazi wetu osisicaka sako: okokuba asipate ngokulungileyo nangokwonwaba: Zuwenze okokuba lonke ipakati lake, nabo bonke abanegunya pantsi kwake, bagwebe ngokuyinyaniso bengaketi bantu, kuze kwohlwaywe ukwona nenkohlakalo, kusekelwe inkonzo yako yenyaniso nobulungisa. Banike ufefe, Bawo wasezulwini, bonke o-Bishope naba-Fundisi, baze bati ngokufundisa kwabo nangenklalo yabo balishumayele I-lizwi lako eliyinyaniso nelipilisayo, bazipate ngokufanelekileyo isakramente zako ezingcwele: Nabo bonke abantu bako zubape ufefe lwako lwasezulwini; usenjenjalo ngokukulu kulenklanganiso ekoyo apa; ukuze balive I-lizwi lako elingcwele balamkele ngenkliziyo ezilulamileyo; bekukonza ngokwenyaniso ngobungcwele nangobulungisa ngayo yonke imihla yokudhla kwabo ubomi. Siyakutandaza ngokululamileyo, Nkosi, okokuba zuze uti ngobubele bako ubatutuzele ubasize bonke

* *Ukuba akuko malizo neminikelo, akayikutetwa lamazwi okuti,* lamalizo naleminikelo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

abasembandezelweni naselusizini, ekusweleni nasesifeni, nakobunye ubunzima kwobubomi obudhlulayo. Kanjalo siyalidumisa Igama lako elingcwele ngenxa yabo bonke abantu bako abasebemkile kwobubomi bebubele enkolweni nasenkonzweni yako; sikukunga ukuba mausipe ufefe lwokokuba sizifuze izenzo zabo ezilungileyo, size sibe ngabahlulelane nabo ebukumkanini bako basezulwini: Senzele oku, Bawo, ngenxa ka-Yesu Kristu okupela kwo-Mlamli no-Mteteleli wetu. *Amen.*

¶ *Woti u-Mfundisi akushumayela ukwenziwa kwomtendeleko, (okuyakuhlala kusenziwa ngecawa nangomnye umhla ongcwele owandulelayo umhla wokwenziwa kwawo,) woti, intshumayelo isel' igqityiwe nje, aleseshe esisiyalo esilandelayo.*

BAZALWANE abatandiweyo, ng —— ndizakuti, ngoncedo luka-Tixo, ndiyenzele bonke abayilungiselweyo ngenkliziyo nangokutandaza i-Sakramente eyonwabisayo yo-Mzimba ne-Gazi lika-Kristu; eyokwamkelwa ngabo ukubakumbuza ukukuruseshwa kwake nokuva kwake ubunzima; esiti ngako sizuze ukuxolelwa kwezono zetu, senziwe sibe ngabamkeli bobukumkani bezulu. Ngako oko ngumsebenzi wetu ukunikela ku-Tixo Onamandhla onke u-Bawo wetu wasezulwini imibulelo elulamileyo neyenkliziyo, ngenxa yokuba ebesipile u-Nyana wake u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu, angabi ngowokusifela kodwa, abe kukudhla nokwomelezwa kwemipefumlo yetu kuyo i-Sakramente leyo engcwele. Eyi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nto emandi kangaka nje kubo abayamkelayo ngokufaneleyo, kanti iyingozi eyoyikekayo kangaka nje kubo abayamkelayo bengafanelekile ; ngumsebenzi wam ukuniyala ngelixesha elikoyo, ukuba nibukumbule ubukulukazi balomfihlakalo engcwele, nobukulu bengozi yokuyamkela ngokungafanelekileyo ; nize nizilinge inkliziyo zenu (ningenzi ngokungendawo njengabati bayamkohlisa u-Tixo ; kodwa nenjenjalo ukuzilinga) nize nize kwesosidhlo sasezulwini nimhlope ningcwele, nivete isivato somtshato esibiziweyo ngu-Tixo esibalweni sake esingcwele, nize namkelwe nibe ngabamkeli abafanelekileyo balotafile engcwele.

Ngako oko nifanel' ukuti kuqala, niyilinge inklalo yenu nesimilo senu ngesilinganiso semiteto ka-Tixo, niti apo nibonayo ukuba nonile nokuba kungokucinga, nokuba kungokuteta, nokuba kungesenzo senu, nikulile ukwona kwenu, nizixele izono zenu ku-Tixo Onamandhla onke, niqinisile ngenkliziyo okokuba niyakuguquka, nihlale ngokulungileyo ngexesha elizakuza. Ukuba niyabona ukuba iziposo zenu azingakuye u-Tixo yedwa, zingakubo nabamelwane benu ; niyakuxolelana nabo ; nivume ukubabuyisela nokubalungisela ngako konke eninako, ngenxa yako konke ukwona enibone ngako ; niti kanjalo nivume ukubaxolela bonke abanonileyo, njengokuba nani ninga ningazuza ukuxolelwa kweziposo zenu esandhleni sika-Tixo : ngokuba ukuba anenjenjalo ukuwamkela umtendeleko ongcwele uyakuti wona



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRES

ukwandise ukugwetywa kwenu. Ngako oko ukuba kuk' okuni ogxek' u-Tixo, nolitintelayo nolihlebayo Ilizwi lake, ongum*r*exezi, onotiyano, nonomona, nonesinye isono esinzima, guqukani ezonweni zenu, ningekezi kuleyotafile engcwele; hleze kuti emva kwokuyamkela kwenu leyo-Sakramente engcwele, u-Satane aningenele, njengokuba ebengenile ku-Judasi, anizalise ngayo yonke inkohlakalo, anitshabalalise imizimba yenu ndawonye nemipefumlo yenu.

Nangenxa yokuba kufanele ukuba kungezi mntu emtendelekweni ongcwele, ongenatemba elizalisekileyo ebubeleni buka-Tixo, nongenankliziyo eyonwabileyo; ngako oko ukuba kuk' okuni ongenakuyitutuzela inkliziyo yake, eswele ututuzelo noncedo, makeze kum, ati umhlaumbi aye kwomnye u-Mfundisi olumkileyo we-Lizwi lika-Tixo, amxelele usizi lwake; aze ati ngokulamkela Ilizwi lika-Tixo elingcwele azuze uncedo lwokukululwa ezonweni zake, ndawonye nokululekwa kwompefumlo wake, kuze kututuzelwe inkliziyo yake, kupele konke ukwoyika nokutandabuza kwayo.

¶ *Woti u-Mfundisi ukuba uyabona ukuba abakutaleli ukuza emtendelekweni ongcwele, ati endaweni yesiyalo sokuqala atete esi esilandelayo.*

BAZALWANE abatandiweyo, ng —— ndi zakuti, ngoncedo luka-Tixo, ndiwenze umtendeleko we-Nkosi: ngako oko egameni lika-Tixo ndiyanimemema nonke enikoyo apa;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndinitandaza ngenxa ye-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ukuba ningali ukuza kuwo, nibizwa ngotando olungaka nje nimenywa ngu-Tixo ngokwake. Niyazi ukuba kungayinto embi kunene ukuba umntu obelungisile isidhlo esikulu, wayizalisa itafile yake ngenklobo zonke zokudhla, akwabiko nto eswelekileyo kukupela okokuba abamenyiweyo beze kuhlala pantsi; baza bati ababiziweyo (bengenatuba) bala ukuza. Ngubanina kuni obengayikuqunjiswa kwakwenjwenjalo? Ngubanina obengayikuti woniwe kakubi? Ngako oko, batandwa ngaye u-Kristu, zilumkeleni kakulu, hleze niti ngokusala esisidhlo esingcwele nizivusele ingqumbo ka-Tixo. Kuyinto elula ukuba umntu ati, Andinakuza, ngokuba nditintelwe yimisebenzi yasemhlabeni. Kodwa izilandulelo ezinjalo aziyikuvunyelwa zamkelwe pambi kwo-Tixo. Ukuba kuk' oti, Ndingumoni omkulu, ndiyoyika ukuza: kunganina ukuba ungagqobokiyo uguquke? Nakubizwa ngu-Tixo anikudanele na ukuti, aniyikuza? Nxa nifanel' ukuguqukela ku-Tixo, niyakuzilandulela niti anikalungi na? Kukumbuleni oku ngokwenu, nibone ukuba amaqinga anjalo angendawo ebengayikuninceda nto pambi kwo-Tixo. Abo abebebizelwe esidhlweni e-Vangelini batiwa abasifanele isidhlo sasezulwini, bakuzilandulela ngokuti bebetengile umhlaba, bebeza kulinga izibini zabo zenkabi, bebezeke abafazi. Mina ngokwam ndiyakubako; kungumsebenzi wami nje, ndiyanimemema Egameni lika-Tixo, ndinibize esikundhleni sika-Kristu, ndiniyale,



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukuba, njengokuba nilutanda usindiso lwenu, manibe ngabahlulelane balomtendeleko ongcwele. Nanjengokuba u-Nyana ka-Tixo waninikela umpefumlo wake ngokunifela kwake emtini ngenxa yosindiso lwenu; kwanjalo nifanel' ukwamkela lomtendeleko ngokulikumbula elodini lokufa kwake, njengoko ebesiyalele ngokwake: ukuba niyakwala ukwenza oku, kukumbuleni ukumona kwenu u-Tixo, nesohlwayo esipezu kwenkloko zenu ngenxa yoku; nakuyishiya itafile ye-Nkosi ngabomi, nizahlule kubo abazalwane benu, abeze kudhla kwesisidhlo esikulu sokudhla sasezulwini. Ukuba niyazicinga kunene ezizinto, niyakuqondiswa nibuyiswe ngofefe luka-Tixo: esiyakuti ngenxa yoku singayeki ukuzenza izicelo zetu ku-Tixo Onamandhla onke u-Bawo wetu wasezulwini.

¶ *Ngexesha lokwenziwa kwomtendeleko, abamkeli bawo sebelungiselwe ukuwamkela, um-Priste uyakuteta esisiyalo, esiti,*

BAZALWANE abatandiweyo e-Nkosini, nina enifun' ukuza emtendelekweni ongcwele wo-Mzimba ne-Gazi lo-Msindisi wetu u-Kristu, nifanel' ukusigqala kunene isiyalo sika-Paulusi, sokokuba mabati abantu bazibencise bazilinge ukuze bati eso-Sonka basidhle nalo-Ndebe basele kuyo. Ngokuba, kwa njengokuba itamsanqa lilikulu, sakuyamkela lo-Sakramente engcwele ngenkliziyo egqobokileyo nangokolo olupilileyo; (ngokuba sakwenjenjalo siwudhle umzimba ka-Kristu ngokwomoya, silisele negazi lake; sihlale kuye u-Kristu, ati no-Kristu



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ahlale kuti; sibemnye no-Kristu, no-Kristu abemnye nati;) kwanjalo ingozi inkulu, ukuba siyayamkela ngokungafaneleyo. Ngokuba sakwenjenjalo sinetyala lo-Mzimba nele-Gazi lika-Kristu u-Msindisi wetu; sikudhla sikusela ukugwetywa kwetu, singawugqali nje u-Mzimba we-Nkosi: sizivusela ingqumbo ka-Tixo; simqumbise aze asibete ngezifo ezininzi nangenklobo ezininzi zokufa. Zigwebeni ngoko, bazalwane, nize ningagwetywa yi-Nkosi; niguquke ngokwenyaniso kuzo izono zenu ezigqitileyo; nibe nalo ukolo oluqinileyo nolupilileyo kuye u-Kristu u-Mkululi wetu; kulungiseni ukuhlala kwenu, nitandane nabantu bonke; naniyakuba ngabamkeli abafaneleyo bezimfihlakalo ezingcwele. Napezu kwento zonke nifanel' ukumbulela u-Tixo ngenkliziyo elulamileyo, ongu-Yise nongu-Nyana nongu-Moya Oyingcwele, ngenxa yokukululwa kwelizwe ngokufa nokubandezeleka kwo-Msindisi wetu u-Kristu, ongu-Tixo engumntu; owazilulamelayo kwada kwasekufeni pezu kwekuruse ngenxa yetu tina boni abalusizi ebesilele ebumnyameni nasesitunzini sokufa; aze asenze sibe ngabantwana baka-Tixo, sibe zindhlilifa zobomi obungunapakade. Kanjalo ukuze sihlale silukumbula utando olukulu kangaka we-Nkosi yetu nokupela kwo-Msindisi wetu, u-Yesu Kristu, owasenjenjalo ukusifela, namatamsanqa angenakubalwa abesizuzeleyo wona ngokupalaza igazi lake; usimisele imfihlakalo ezingcwele, zibe ngamangqina otando lwake, zihlale ziyinkumbuzo yokufa kwake, kube kukwonwatyiswa kwetu okukulu okunguna-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

pakade. Kwa kuye ngoko, kunye no-Yise no-Moya Oyingcwele, (njengokuba sikufaneleyo) masibulele singayeki; sizilulamela entandweni yake engcwele, sizama ukumkonza ngobungcwele nangobulungisa yonke imihla yokudhla kwetu ubomi. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste ati kubo abaza kuwamkela umtendeleko,*

NINA eniguqukayo ezonweni zenu ngokwenyaniso, enihleli ngotandano nabamelwane benu, enizakulinga ukuhlala ngesimilo esitsha, niyigcina imiteto ka-Tixo, nihamba ezindhleleni zake ezingcwele; Sondelani ngokolo, niyamkele le-Sakramente engcwele ibe kukwonwatyiswa kwenu; niyenze imvumo yenu elulamileyo ku-Tixo onamandhla onke, niguqa ngamadolo.

¶ *Kwoza kwenziwe esisivumo egameni labo bonke abafun'ukuba ngabamkeli bomtendeleko ongcwele, ngomnye wabafundisi; yena nabantu bonke beguqile ngokululamileyo, besiti,*

TIXO onamandhla onke, Yise we-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, Mdali wento zonke, Nomgwebi wabo bonke abantu; Siyazivuma sizililele izono zetu ezininzi nezikohlakalo zetu, Esizenzileyo amaxesha ngamaxesha, Ngokucinga, nangokuteta, nangokwenza, Ngakubo ubukulukazi bobu-Tixo bako, Sizivusela ngokusifaneleyo umsindo wako nengqumbo yako. Siyagqoboka ngokwenene, Inkliziyo zetu zilusizi ngenxa yezigqito zetu; Inkumbulo yazo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ibuhlungu kuti; Ubunzima bazo asinakubutwala. Yiba nota*r*u pezu kwetu, Yiba nota*r*u pezu kwetu, Bawo olufefe lupezu kwembaliso; Ngenxa yo-Nyana wako oyi-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, Sixolele konke okudhlulekileyo; Wenze okokuba sihlale sikukonza, Sikukolisa ngenklalo entsha, Kube kukudunyiswa nokungcwaliswa kwe-Gama lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Woza um-Priste (u-Bishope ukuba uko,) eme, abeke ngasebantwini, asenze esisikululo, esiti,*

U-TIXO onamandhla onke, u-Bawo wetu wasezulwini, ote ngofefe lwake olukulu, wabatembisa ukuxolelwa kwezono bonke abaguqukela kuye ngogqoboko lwenkliziyo nangokolo oluyinyaniso; Makabe nofefe kuni; anixolele anikulule kuzo zonke izono zenu; aniqinise anomeleze kuko konke okulungileyo; ade aningenise ebomini obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza ati um-Priste,*

Waveni amazwi amnandi awatetayo u-Msindisi wetu u-Yesu Kristu kubo bonke abaguqukela kuye ngokwenyaniso.

YIZANI kum nonke nina nisindwayo napuka yimitwalo enzima, ndize ndinipe ukupumla. *Mateyu* xi. 28.

U-Tixo wenjenjalo ukuwutanda umhlaba, okokuba wanika u-Nyana wake ozelweyo emnye, ukuze bonke abakolwayo kuye banga-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bubi, bati kodwa bazuze ubomi obungunapakade. *Johane* iii. 16.

Yivani noko akutetileyo u-Paulusi.

Liyinyaniso elilizwi, lifanel' ukwamkelwa konke, lokokuba u-Yesu Kristu weza emhlabeni ukuze asindise aboni. 1 *Timote* i. 15.

Kuveni noko akutetileyo u-Johane.

Ukuba umntu uyona, sinaye u-Mteteleli ku-Yise, kwa u-Yesu Kristu olungileyo; osisizi sezono zetu. 1 *Johane* ii. 1.

¶ *Emva kwoku um-Priste uyakuhambisa ngokuti,*

Zipakamiseni inkliziyo zenu.
*Impendulo.* Siyazipakamisela e-Nkosini.
*Umpriste.* Masibulele e-Nkosini ku-Tixo wetu.
*Impendulo.* Kufanelekile kulungile ukwenjenjalo.

¶ *Woza um-Priste abeke etafileni ye-Nkosi, ati,*

KUFANELEKILE kunene, kulungile, kungumsebenzi esiwufaneleyo, okokuba siti ngamaxesha onke, nakuzo zonke indawo, sibulele kuwe Nkosi, * Bawo Oyingcwele, Onamandhla onke, Tixo Ongunapakade.

* *Lamazwi okuti* [Bawo Oyingcwele] *akayikutetwa ngecawa yo-Mtriniti.*

¶ *Kwoti apa kulandele esinye sezicatshulwana ezimiselwe ixesha elitile, siti ukuba asiko, kuhanjiswe ngokutiwa,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

NGAKO oko kunye nengelosi nawo wonke umkosi wasezulwini, siyalibonga silidumise Igama lako elingcwele; sihlala sikubonga sisiti, Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, Nkosi Tixo wezihlwele, kuzele izulu nomhlaba bubungcwalisa bako: Makudunyiswe wena, Nkosi epezu konke. *Amen.*

## INDAWANA EZIMISELWE UKUTETWA NGEMIHLA ETILE.

NGOMHLA WOKUZALWA KUKA-KRISTU, *nangemihla esixenxe elandelayo.*

NGENXA yokuba ubumnikile okupela kwo-Nyana wako u-Yesu Kristu okokuba azalelwe tina ngelixesha; owatiwa ngaye u-Moya Oyingcwele, wenziwa abe ngumntu ngokwenyaniso owomzimba wentombi engu-Mariya unina wake; ati engenasono asihlambulule kuso sonko isono. Ngako oko kunye nengelosi, &c.

NGEMINI YEPASIKA, *nangemihla esixenxe elandelayo.*

KODWA sifanel' ukukudumisa ngokukulu ngenxa yokuvuka okungcwele kwo-Nyana wako ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: oyi-Mvana yenyaniso yepasika, eyanikelwa ngenxa yetu, neyahlambulula izono zelizwe; ote ngako ukufa kwake wakutshabalalisa ukufa, wati ngokuvuka kwake wasibuyisela ebomini obungunapakade. Ngako oko kunye nengelosi, &c.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

NGOMHLA WOKUNYUKELA KUKA-KRISTU EZULWINI, *nangemihla esixenxe elandelayo.*

NGENXA yo-Nyana wako otandiweyo ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; owati emva kwokuvuka kwake okungcwele wabonakala kubo bonke aba-Postile bake, wati ekuboneni kwabo wenyukela ezulwini ukuya kusilungisela indawo; ukuze siti apo akona yena, sinyukele kona nati, sipate ubukosi ndawonye naye ebungcwaliseni bake. Ngako oko kunye nengelosi, &c.

NGOMHLA WEPENTEKOSE, *nangemihla emitandatu elandelayo.*

NGENXA ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; owati, ngokwesitembiso sake esiyinyaniso, u-Moya Oyingcwele wehla ezulwini ngelixesha ngokwalama ngesandi esikulu, esinjengesomoya onamandhla, efana nelwimi zomlilo ezahlala pezu kwaba-Postile, aze abafundise, abakokele kuyo yonke inyaniso; ebanika izipiwo zenteto ezininzi, nokukalipa ukuze bashumayele i-Vangeli ngokungadinwa kuzo zonke izizwe; esati ngako sabuyiswa ebumnyameni nasekulahlekeni, sasiwa ekukanyeni okumhlope nasekwazini wena ngokwenyaniso no-Nyana wako ongu-Yesu Kristu. Ngako oko kunye nengelosi, &c.

*Eyokutetwa* NGECAWA YO-MTRINITI *kupela.*

WENA ongu-Tixo emnye, oyi-Nkosi inye, ongenguye osisiqu sinye, kodwa oziziqu zitatu ezingu-Tixo emnye. Ngokuba oko



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

esikolwa kuko ngobungcwalisa bo-Yise, sikolwa kwa kuko ngobungcwalisa bo-Nyana nobo-Moya Oyingcwele, ekungeko kwahlukana nokungalingani kubo. Ngako oko kunye nengelosi, &c.

¶ *Kwoti emva kwezindawana kuculwe umhlaumbi kutetwe ngokutiwa,*

NGAKO oko kunye nengelosi nawo wonke umkosi wasezulwini, siyalibonga silidumise Igama lako elingcwele; sihlala sikubonga sisiti, Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, Nkosi Tixo wezihlwele, kuzele izulu nomhlaba bubungcwalisa bako: Makudunyiswe wena, Nkosi epezu konke. *Amen.*

¶ *Woza ati um-Priste, eguqa ngasetafileni ye-Nkosi, ati egameni labo bonke abaza kuwamkela lomtendeleko awenze lomtandazo olandelayo.*

ASIZI kule itafile yako, Nkosi enofefe, sitemba kobetu ubulungisa, kodwa siza sitemba kwezako izibele ezikulu nezininzi. Asifanelekile nokokuba sizicole imvutuluka ezipantsi kwetafile yake. Kodwa nguwe oyi-Nkosi ehlal' inotaru ngamaxesha onke: Sipe ngoko, Nkosi enofefe, okokuba senjenjalo ukuyidhla inyama yo-Nyana wako otandiweyo ongu-Yesu Kristu, nokulisela igazi lake, ize iti imizimba yetu enezono ihlanjululwe ngomzimba wake, iti nemipefumlo yetu ihlanjululwe ngegazi lake elinqabileyo, ukuze sihlale sihleli kuye, naye ahlale kuti kude kube ngunapakade. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Woti um-Priste emi ngasetafileni alungise isonka neveyine, ukuze abe nokusiqezula isonka pambi kwabantu kakuhle, nokuyitabatela indebe ezandhleni zake, woti akuba wenjenjalo enze lomtandazo wokungcwalisa njengokulandelayo.*

TIXO onamandhla onke, Bawo wetu wasezulwini, owati ngofefe lwako olukulu wasinika okupela kwo-Nyana wako u-Yesu Kristu, okokuba asifele emtini ngenxa yosindiswa lwetu; owati kona apo (ngako ukuzinikela obekwenziwe kanye) wenza idini elizalisekileyo, nomnikelo ofezekileyo, nenklaulelo eyaneleyo, ngenxa yezono zawo wonke umhlaba; wasimisela e-Vangelini yake engcwele inkumbuzo yokufa kwake, eyokuhlal' isenziwa, ade abuye eze ngokwesibini; Sipulapule, siyakutandaza ngokululamileyo, Bawo onobubele; usipe okokuba siti sizamkela nje ezizidalwa zako zesonka neveyine, ngokwomiselo wo-Nyana wako u-Yesu Kristu ongu-Msindisi wetu, ngokukumbula ukufa kwake nokubandezelwa kwake, sibe ngabamkeli bo-Mzimba wake ne-Gazi lake: owati kwa ngobobusuku wayengcatshwa ngabo * watabata isonka; wati akuba ebebulele, † wasiqezula, wasinika kubadisipile bake, esiti, Tabatani, nitye, ‡ oku kungu-Mzimba wam onikelwa nina: Kwenzeni oku ngokundikumbula. Wati kwa ngokunjalo emva kwesidhlo sangokuhlwa § wayitabata indebe; wati akuba ebebulele, wayinika kubo, esiti, Selani nonke kule;

* Woti apa um-Priste asitabate isitya ezandhleni zake:

† Woti apa asiqezule isonka.

‡ Woti apa asibeke isandhla sake pezu kwaso sonke isonka:

§ Woti apa ayitabate indebe esandhleni sake:



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

* Woti apa asibeke isandhla sake pezu kwazo zonke izitya ezisukuba zineveyine, eza kwenziwa ngcwele.

ngokuba *oku kuligazi lam lo-cebano olutsha, elipalazelweyo nina nabaninzi, kuze kubeko ukuxolelwa kwezono: Kwenzeni oku, nakuba nisela, ngokundikumbula. *Amen.*

¶ *Woza umfundisi azamkelise umtendeleko ngenklobo zombini, andule abamkelise o-Bishope naba-Priste nama-Dikone, (abasukuba bako,) woti emva kwoko abamkelise abantu ngabanye ezandhleni zabo, beguqa ngamadolo ngokululamileyo. Woti akubamkelisa Isonka, ati,*

UMZIMBA we-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu owanikelwa wena, mauwulondoloze umzimba wako nompefumlo wako kude kube ngunapakade. Kutabate, udhle oku ngokukumbula ukuba u-Kristu wafela wena, udhle kwa yena enkliziyweni yako ngalo ukolo ube nokubulela.

¶ *Woti umfundisi akuyinikela indebe emntwini, ati,*

IGAZI le-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu, elalipalazelwa wena, maliwulondoloze umzimba wako nompefumlo wako kude kube ngunapakade. Kusele oku ngokukumbula ukuba igazi lika-Kristu lalipalazelwa wena, ube nokubulela.

¶ *Ukuba isonka neveyine ebizenziwe ngcwele sezipelile bengekamkeliswa bonke, um-Priste uyakungcwalisa ezinye ngesimiselo esibaliweyo pambili; aqale ngokuti* [Umsindisi wetu u-Kristu ngobobusuku wayengcatshwa ngabo &c.] *ukutamsa-*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*nqelisa isonka; nokuti* [Ngokunjalo emva kwesidhlo sangokuhlwa &c.] *ukutamsanqelisa iveyine.*

¶ *Woti umfundisi, bakwamkeliswa bonke, abuyele etafileni ye-Nkosi, abeke pezu kwayo ngokululamileyo obekusele kwobekungcwalisiwe, ekugubungela ngeqiya emhlope enkle.*

¶ *Woza um-Priste awenze umtandazo we-Nkosi, abantu bemlandela ngokuziteta zonke izicelo ngazinye.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bubobako, Namandhla engawako, Nobungcwalisa bubobako, Kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Emva kwoku kuyakutiwa.*

NKOSI Bawo wasezulwini, tina zicaka zako ezilulamileyo siyakutandaza ukuba mauti ngobubele bako, ulamkele elidini letu lomdumiso nombulelo; sikutandaza ngokululamileyo ukuba mausipe okokuba siti tina nayo yonke i-Kerike yako sizuze ukuxolelwa kwezono zetu, nawo onke amanye amatamsanqa okuva kwake ubunzima, ngenxa yemfanelo nokufa kwo-Nyana wako ongu-Yesu Kristu, nangokolo egazini lake. Nakaloku, Nkosi, siko nje ebusweni bako, siyazinikela kuwe iziqu zetu, imipefumlo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yetu nemizimba yetu, ibe lidini elipilileyo, neli-ngcwele, nelikolekileyo kuwe; sikukunga ngo-kululamileyo okokuba siti tina sonke esingaba-mkeli balomtendeleko ongcwele sizaliswe lu-fefe lwako netamsanqa lako lasezulwini. Noko singafaneleyo ngenxa yezono zetu ezininzi, ukuba sikwenzele idini, siyakutandaza ukuba uwamkele lomsebenzi wetu esiwufaneleyo; kungengokubulinganisa ubulungisa betu, ko-dwa ngokusixolela zonke izikohlakalo zetu, ngenxa ka-Yesu Kristu i-Nkosi yetu; ekuti ngaye, kunye naye ndawonye no-Moya Oyi-ngcwele, kubeko lwonke udumiso nobungcwa-lisa kuwe, Bawo onamandhla onke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Umhlaumbi kutiwe.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, siya-kubulela ngenkliziyo zetu, ngenxa yokuba ubusipile tina, esite sazamkela ezimfihlakalo ezingcwele, okokuba sikudhle ukudhla kwemi-pefumlo yetu okungu-Mzimba ne-Gazi lo-Nyana wako u-Mkululi wetu ongu-Yesu Kri-stu; usazisa ngokwenjenjalo utando lwako nobubele bako obungakuti; nokokuba singa-malungu awenyaniso omzimba wo-Nyana wako, ongumhlambi wawo onke amakolwa awenyaniso: nokokuba sizindhlilifa ngalo itemba zobukumkani bako obungunapakade, ngenxa yokufa nokubandezelwa kwo-Nyana wako otandiweyo. Siyakutandaza ngokulula-mileyo, Bawo wetu wasezulwini, ukuba mau-senjenjalo ukusinceda ngofefe lwako, ukuze sihlale kobukolwane babangcwele, siyenze



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yonke imisebenzi elungileyo osimisele yona; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ekuti kuye nakuwe naku-Moya Oyingcwele, kubeko lwonke udumiso nobungcwalisa kude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Kwoza kutetwe umhlaimbi kuculwe kusitiwa,*

MAKUBEKO udumiso ku-Tixo ezulwini, kubeko noxolo emhlabeni, nobubele ngasebantwini. Siyakudumisa, siyakubonga, siyakubedesha, siyakuncoma, siyakubulela ngenxa yobungcwalisa bako obukulu, Nkosi Tixo, Kumkani wasezulwini, Tixo ongu-Yise onamandhla onke.

Nkosi, Yesu Kristu ongu-Nyana ozelweyo emnye; Nkosi engu-Tixo, Mvana ka-Tixo, Nyana ka-Yise, ozisusayo izono zelizwe, sipate ngofefe. Wena ozisusayo izono zelizwe, sipate ngofefe. Wena ozisusayo izono zelizwe, wamkele umtandazo wetu. Wena ohleliyo ngasekunene kuka-Tixo ongu-Yise, sipate ngofefe.

Ngokuba nguwe wedwa oyingcwele; nguwe wedwa oyi-Nkosi; nguwe wedwa, Kristu, ndawonye no-Moya Oyingcwele, opezu konke ebungcwaliseni buka-Tixo ongu-Yise. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste (u-Bishope ukuba uko) abandulule ngesisitamsanqeliso.*

MALUTI uxolo luka-Tixo, olugqitileyo kuko konke ukuqonda, luzigcine inkliziyo zenu nemipefumlo yenu ekumazini nasekumtandeni u-Tixo, no-Nyana wake ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu: nesitamsanqeliso sika-Tixo ona-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mandhla onke, eso-Yise, neso-Nyana, neso-Moya Oyingcwele, sibe pakati kwenu sihlale kuni kude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Intandazwana eziyakutetwa emva kwokuhlanganiswa kweminikelo, nxa kungeko umtendeleko; nezingatetwayo ngamaxesha atanda ukuziteta ngawo umfundisi, emva kwentandazwana zombedesho wakusasa nowangokuhlwa, nezomtendeleko we-Nkosi ne-Litani.*

SINCEDE ngofefe lwako, Nkosi, kuzo ezizikungo nakuyo lemitandazo yetu, uzenjenjalo ukuzinceda izicaka zako ekuluzuzeni usindiso olungunapakade; ukuze ziti kuzo zonke ingozi namashwa obubomi obupelayo, zihlale zilondolozwa luncedo nofefe lwako ngamaxesha onke; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

NKOSI enamandhla onke, Tixo ongunapakade, siyakutandaza okokuba mauzipate, uzilungise, uzingcwalise inkliziyo zetu nemizimba yetu ezindhleleni zelizwi lako, nasekuyenzeni imiteto yako; ize iti ngokugcina kwako okunamandhla onke ilondolozwe imizimba nemipefumlo yetu kaloku nakude kube ngunapakade; ngaye oyi-Nkosi no-Msindisi wetu ongu-Yesu Kristu. *Amen.*

ZUSIPE siyakutandaza, Tixo onamandhla onke, okokuba lamazwi esiwavileyo namhlanje ngendhlebe zetu zangapandhle, ati ngofefe lwako atyalwe ezinkliziyweni zetu, ukuze avelise kuti iziqamo zenklalo elungileyo, kube kukudunyiswa nokubongwa kwe-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Gama lako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

SANDULELE, Nkosi, kuzo zonke izenzo zetu ngofefe lwako olukulu, usihambise ngoncedo lwako olungapeliyo; ize iti yonke imisebenzi yetu iqalwe ihanjiswe ifezwe kuwe, size siti ngayo silidumise Igama lako eli-ngcwele, side siti ekugqibeleni ngofefe lwako sizuze ubomi obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO onamandhla onke, ongumtombo wabo bonke ubulumko, ozaziyo zonke intswelo zetu singekaceli, nokungazi kwetu ukucela; Yiba nosizi, siyakutandaza, pezu kwobutataka betu; usipe ezonto esingenakuzicela ngo-kungazifaneli kwetu, nesingenakuzicela ngo-bumfama betu, ngenxa yemfanelo zo-Nyana wako ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO onamandhla onke, obatembisileyo oko-kuba uyakuziva izicelo zabo abazicelayo Egameni lo-Nyana wako; Siyakutandaza okokuba uz' uti ngofefe lwako, uzitobele kuti indhlebe zako esizenzileyo izicelo zetu pambi kwako; usipe okokuba sizizuze ezonto esiziceli-leyo ngokolo ngokwentando yako, kube kuku-sizwa kwokuswela kwetu, nokushunyayelwa kwodumo lwako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Ngecawa nangeminye imihla engcwele (ukuba akuko mtendeleko) siyakwenziwa sonke isimiselo somtendeleko, kuyekwe ekupeleni kwomtandazo wokuyitandazela yonke inklanganiso ye-Kerike*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*ka-Kristu esekoyo emhlabeni apa, kugqityelwe ngenye yezintandazwana nangesitamsanqeliso.*

¶ *Ukuba um-Priste uyabona ukuba aliko inani elifaneleyo eliyakwamkela kunye naye, akayikwenza umtendeleko.*

¶ *Akuyikwenziwa umtendeleko ukuba abayakuwamkela kunye nom-Priste ababatatu nokuba bane inani labo.*

¶ *Apo kuko aba-Priste nama-Dikone amaninzi, bayakuwamkela bonke umtendeleko kunye nom-Priste ngecawa zonke, ukuba abanatuba lokuba bangenzi njalo.*

¶ *Ukuze kungabiko inkumbulo ezikohlisayo ezinkliziyweni zabantu ngenxa yesonka neveyine, kwolunga okokuba isonka sibe sesifudula sidhliwa; senziwe ngenqolowa emhlope ecolekileyo.*

¶ *Ukuba kuko eziseleyo kuso isonka neveyine ebezingenziwanga ngcwele ziyakuba zezomfundisi; kodwa ukuba kuko eziseleyo kwezibe zingcwalisiwe, aziyikupuma endhlwini ye-Kerike, kodwa um-Priste nabanye abangabamkeli bomtendeleko abayakubizwa nguye, bayakuti emva kwesitamsanqeliso bazidhle bazisele ngokululamileyo.*

¶ *Isonka neveyine zomtendeleko ziyakulungiswa ngumfundisi, nabancedi, zitengiwe ngeminikelo evela ebantwini.*

¶ *Bonke abantu bayakuwamkela umtendeleko katatu ngomnyaka emnye, bati bonke bawamkele ngemini yokuvuka kwe-Nkosi. Boti abantu bonke iminyaka ngeminyaka ngeloxesha bayirolele kumfundisi iminikelo yabo efanel' ukwenziwa ngeloxesha.*

¶ *Imali zeminikelo yamaxesha omtendeleko ziyakumiselwa umsebenzi otile eziwufaneleyo ngokubona kwomfundisi nabancedi. Ukuba abavumelani kuyakwenziwa ngentando yomfundisi omkulu.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

UMBEDESHO

# WOKUBATIZESHWA KWENTSANA OYAKWENZIWA EKERIKENI.

---

¶ *Abantu mabaxelelwe okokuba ubatizesho lufanel' ukwenziwa ngecawa nangeminye imihla engcwele kupela, nxa kuhlanganisene abantu abaninzi; ukuze inklanganiso ekona ibe ngamangqina okwamkelwa kwabasand' ukubatizeshwa enanini le-Kerike ka-Kristu, nangenxa yokuba ekubatizeshweni kwentsana bonke abakoyo bakunjuzwe isifungo ebesenziwe ku-Tixo ekubatizeshweni kwabo. Nangenxa yoku ubatizesho lufanel' ukwenziwa ngenteto eyaziwayo ngabantu. Kodwa (ukuba kuko ituba elifanelekileyo) abantwana bangabatizeshwa ngezinye imini.*

¶ *Kuyakuti ngomntwana oyinkwenkwana ozakubatizeshwa kubeko abapenduleli abatatu, abangamadoda amabini nenkazana ibenye; kuti ngomntwana oyintombi kube yindoda ibenye namankazana mabini.*

¶ *Ukuba kuko umntwana ozakubatizeshwa, oyise bake bayakumazisa umfundisi ngemini engapambili umhlaimbi ungekenziwa umbedesho wakusasa. Bati abapenduleli nabantu abapete abantwana baye ngasesityeni sokubatizesha ekupeleni kwesilesesho sesibini sombedesho wakusasa umhlaimbi wangokuhlwa, njengokuba kuyakuxelwa ngumfundisi. Woti um-Priste esiza ngasesityeni sokubatizesha (esiyakuzaliswa ngamanzi amhlope) eme kona, abuze esiti,*

Lomntwana uke wabatizeshwa, kusinina?

¶ *Ukuba kutiwa,* Hayi: *um-Priste uyakuhambisa ngokulandelayo.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

BATANDWA, ngenxa yokuba bonke abantu bamitelwe bazalelwe esonweni; nangenxa yokuba u-Msindisi wetu ongu-Kristu uti, Akuko ongangenayo ebukumkanini buka-Tixo ukuba akazalwanga kutsha ngamanzi nangu-Moya Oyingcwele; ndiyanitandaza ngoko ukuba nibizele ku-Tixo ongu-Yise, ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, okokuba ati ngobubele bake obukulu ampe [abape] lomntwana [ababantwana] oko ebengayi [bebengayi] kuba nako ngokuvela; okokuba abatizeshwe [babatizeshwe] ngamanzi nangu-Moya Oyingcwele, amkelwe [bamkelwe] e-Kerikeni ka-Kristu engcwele, enziwe [benziwe] abe [babe] lilungu [ngamalungu] elipilileyo [apilileyo] layo [ayo].

¶ *Woza ati um-Priste,*

Masitandaze.

TIXO onamandhla onke ongunapakade, owati ngobubele bako obukulu wamsindisa u-Nowa nosapo lwake enqanaweni ukuze bangabubi ngamanzi; wabaweza abantu bako o-Sirayeli elwandhle olubomvu, uzekelisa ngako u-Batizesho lwako olungcwele; nowati ngokubatizeshwa kwo-Nyana wako otandiweyo u-Yesu Kristu emlanjeni we-Yoredane, wawangcwalisa amanzi abe ngumqondiso wokuhlanjululwa kwesono; Siyakutandaza ukuba zuz' uti ngofefe lwako olukulu umkangele [ubakangele] ngota*r*u lomntwana [ababantwana]; mhlambe [bahlambe] mngcwalise [bangcwalise] ngo-Moya wako Oyingcwele; az'



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ati [baze bati] esindile [besindile] nje kuyo ingqumbo yako enkulu amkelwe [bamkelwe] enqanaweni ye-Kerike ka-Kristu; ati [bati] engenakushukunyiswa [bengenakushukunyiswa] elukolweni, evuya [bevuya] ngetemba, eqinile [beqinile] elutandweni, enjenjalo [benjenjalo] ukudhlula emazeni alomhlaba okatazayo, ade [bade] ati [bati] ngokugqibela afike [bafike] ezweni lobomi obungenakupela, apate [bapate] ubukumkani ndawonye nawe kude kube ngunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, ongumncedi wabo bonke abaxakekileyo, nomhlanguli wabo bonke abapepela kuwe, obubomi bamakolwa, nokuvuka kwabafileyo; Siyakutandazela lomntwana [ababantwana], okokuba ati [bati] esiza [besiza] nje elubatizeshweni lwako olungcwele, azuze [bazuze] ukuxolelwa kwezono zake [zabo] ngokuzalwa okukutsha. Mamkele [bamkele], Nkosi, ngenxa yesitembiso sako ngaye u-Nyana wako otandiweyo, sokuti, Celani, naniyakupiwa; funani, naniyakufumana; qongqotani, naniyakuvulelwa: Mausipe ke tina esicelayo; masifumane tina esifunayo; mausivulele isango esiqongqotayo; az' ati [baze bati] lomntwana [ababantwana] aluve [baluve] uyolo olungunapakade ngako ukuhlambulula kwako okwasezulwini, afike [bafike] ebukumkanini bako obungunapakade obubutembisileyo ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Boza abantu beme, atete um-Priste ngokuti,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Wapulapuleni amazwi abaliweyo ngu-Maraki e-Vangelini yake, kwisahluko seshumi nesahlukwana seshumi elinantatu.

BAZISA abantwana abancinane ku-Kristu, ukuze abapate ngezandhla zake; baza abadisipile bake babatetisa abebebazisa kuye. Wati u-Yesu akukubona oko, waqumba kunene, wati kubo, Bavumeleni abantwana abancinane beze kum, ningabaleli; ngokuba ubukumkani buka-Tixo bubobabanjalo. Ngokwenene nditi kuni, Osukuba engayikubamkela ubukumkani buka-Tixo njengomntwana omncinane, akasayikuz' angene kubo. Waza wabasingata ngengalo, wabeka izandhla zake pezu kwabo, wabatamsanqelisa.

¶ *Woti Umfundisi yakuleseshwa levangelana abayale abantu ngalamazwi, esiti,*

BATANDWA, niyaweva kulevangelana amazwi o-Msindisi wetu u-Kristu, okokuba waxela ukuba abantwana mabaziswe kuye; nokubohlwaya kwake abo abebebatintela; nokubayala kwake abantu bonke ukuba bafuze bona ngokungabi natyala. Niyabubona nobubele bake ngakubo obebubonakaliswa zizenzo zake, owabasingatayo wabeka izandhla zake pezu kwabo, wabatamsanqelisa. Ningatandabuzi ke kodwa kolwani ngokuqinileyo, okokuba uyakwamkela kwa ngokunjalo lomntwana [ababantwana] okoyo [abakoyo] apa; nokuba uyakumsingata [uyakubasingata] ngengalo zobubele bake; amnike [abanike] itamsanqa lobomi obungunapakade, amenze [abenze] abe [babe] ngumamkeli [ngabamkeli]



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

wobukumkani [bobukumkani] bake obungenakupela. Masiti ngoko sibutembele njalo ububele bo-Bawo wetu wasezulwini ngakuye [ngakubo] lomntwana [ababantwana], obubonakalisiweyo ngo-Nyana wake u-Yesu Kristu; singatandabuzi sikwazi ngokuqinileyo okokuba lomsebenzi esiwenzayo owokuzisa lomntwana [ababantwana] elubatizeshweni lwake olungcwele uyatandeka emehlweni ake. Ngako oko masimbulele ngenyaniso nangokululamileyo, sisiti,

TIXO onamandhla onke ongunapakade, Bawo wasezulwini, siyakubulela ngokululamileyo, ngenxa yokuba ubusibizele ekulwazini ufefe lwako, nasekukolweni kuwe; Kwandise kuti okukwazi, luqinise kuti olukolo kude kube ngunapakade. Mpe [bape] lomntwana [ababantwana] u-Moya wako Oyingcwele, aze [baze] azalwe [bazalwe] kutsha, enziwe [benziwe] abe [babe] yindhlilifa [zindhlilifa] yosindiso [zosindiso] olungunapakade; ngayo i-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu, ehleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste atete kuba-Penduleli, esiti,*

BATANDWA, nimzisile [nibazisile] apa lomntwana [ababantwana] ukuze abatizeshwe [babatizeshwe], niyitandazile i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu okokuba mayimamkele [mayibamkele] imkulule [ibakulule] kuzo zonke izono zake [zabo], imngcwalise [ibangcwalise] ngo-Moya Oyingcwele, imngenise [ibangenise]



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ebukumkanini bezulu nasebomini obungunapakade. Nivile nokokuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu initembisile evangelini yayo okokuba iyakunipa zonke ezonto eniziceliléyo: nokokuba iyakuliti idinga elo ngecala layo iliqinise ukulenza. Ngako oko u-Kristu ezibekile ngedinga nje, lomntwana [ababantwana] ufanele [bafanele] ukuti ngecala lake [labo], ade [bade] abe [babe] nokwenza ngokwake [ngokwabo], azibeke [bazibeke] ngedinga eliqinileyo, okokuba uyakumlahla [bayakumlahla] u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nokokuba uyakuhlal' ekolwa [bayakuhlala bekolwa] lilizwi lika-Tixo elingcwele, ayigcine [bayigcine] ngokululamileyo imiteto yake.

Ndiyabuza ngako oko,

UKUBA egameni lalomntwana uyamlahla na u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nenkazimlo namamenemene angendawo alomhlaba, nazo zonke inkanuko zawo ezikohlakeleyo, nenkanuko zenyama ezingafaneleyo, okokuba akuvikuzilandela ungayikukokelwa zizo na?

*Impendulo.* Ndiyazilahla ezonto zonke.

*Umfundisi.*

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba?

Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wake i-Nkosi yetu, Nokokuba ebemitiwe ngu-Moya Oyingcwele; wazalwa yintombi engu-Mariya; nokokuba ebebandezelekile pa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ntsi kwo-Pontiyusi Pilati, wakuruseshwa, wafa, wangcwatywa; nokokuba wahlela enklalweni yabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke; nokokuba eyakubuya evela kona aze kugweba abahleliyo nabafileyo na?

Uyakolwa na kuye u-Moya Oyingcwele; nayi-Kerike engcwele ekatolika; nabubukolwane babangcwele; nakukuxolelwa kwezono; nakukuvuka kwomzimba ekufeni; nabubomi obungunapakade emva kwokufa?

*Impendulo.* Konke oku ndiqinisile ukukolwa kuko.

*Umfundisi.*

UNGA ungabatizeshwa kokukukolwa na?

*Impendulo.* Kuyinkanuko yam oko.

*Umfundisi.*

UYAKUGCINISA ukuyenza intando ka-Tixo engcwele nemiteto yake, uhambe ngayo yonke imihla yokudhla kwako ubomi na?

*Impendulo.* Ndiyakwenjenjalo.

¶ *Woza ati um-Priste,*

TIXO onotaru olukulu, kwenze okokuba ubuntu obudala kulomntwana [kubo ababantwana] benziwe njalo ukungcwatywa, ukuze ubuntu obutsha buvuswe kuye [kubo]. *Amen.*

Kwenze okokuba zonke inqwenelo zenyama zife kuye [kubo], kuti konke okukokwo-Moya kupile kukule kuye [kubo]. *Amen.*

Kwenze okokuba abe [babe] namandhla



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

okumeyisa nokumdela u-Satane, nomhlaba nenyama. *Amen.*

Kwenze okokuba bonke abanikelwe kuwe apa bubufundisi nobukonzi betu bavatiswe ngamandhla asezulwini, bawamkele nomvuzo ongunapakade, ngalo ufefe lwako, Nkosi Tixo odumileyo, ohleliyo, upet' into zonke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, o-Nyana wako otandiweyo kunene u-Yesu Kristu wapalaza ecaleni lake amanzi negazi ngenxa yokuxolelwa kwezono zetu; nowanika umteto kubadisipile bake wokokuba mabaye bazifundise zonke izizwe, bazibatizeshe Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele; Zipulapule, siyakutandaza, izikungo zalenklanganiso; wangcwalise lamanzi abe ngumqondiso wokuhlanjululwa kwesono; wenze okokuba lomntwana [ababantwana] oza [abaza] kubatizeshwa kuwo, aluzuze [baluzuze] ufefe lwako, ahlal' ehleli [bahlale behleli] engowenani [bengabenani] lamakolwa ako, nelabantwana bako abanyuliweyo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste alutabate usana ezandhleni zake, ati kuba-Penduleli balo,*

Mtiyeni lomntwana igama.

¶ *Woza elibiza igama emva kwabo (bakumxelela ukuba umntwana angayinyamezela lonto) amngenise kakuhle emanzini, esiti,*

NDIYAKUBATIZESHA Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Kodwa ukuba bayamxelela ukuba umntwana akanamandhla, uyakumgalela kakuhle ngamanzi, esiti,*

NDIYAKUBATIZESHA Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIYAMAMKELA lomntwana enklangarisweni yomhlambi ka-Kristu, * simbale ngopawu lwekuruse, lube lulokubonisa okokuba uyakuti emva kwoku angadaneli ukuluvuma ukolo luka-Kristu obekuruseshiwe, kodwa uyakuti pantsi kwobukosi bake, alwe nesono, nomhlaba, no-Satane ngokukalipileyo; ahlale esisicaka [esisicakakazi] sika-Kristu esinyanisekileyo kude kube sekupeleni kwobomi bake. Amen.

* *Woti apa um-Priste abale ikuruse ebunzini lomntwana.*

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIBONA nje, bazalwane abatandiweyo, okokuba lomntwana [ababantwana] uzelwe [bazelwe] kutsha, wamiliselwa [bamiliselwa] emzimbeni we-Kerike ka-Kristu, masimbulele u-Tixo onamandhla onke ngenxa yawo lamatamsanqa; siti ngenkliziyonye siyenzele kuye imitandazo yetu, okokuba makati [mabati] lomntwana [ababantwana] abugqibe [babugqibe] ubomi bake [babo] njengoko akuqalileyo [bakuqalileyo] ngako namhla.

¶ *Kwoza kutiwe, beguqa bonke,*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIYAKUNIKELA imibulelo eyenkliziyo, Bawo onotaru olukulu, okokuba bekutandekile kuwe ukuzala kutsha lomntwana [ababantwana] ngo-Moya wako Oyingcwele, nokumamkela [nokubamkela] abe [babe] ngumntwana [ngabantwana] wako [bako], nokumenza [nokubenza] abe [babe] lilungu [ngamalungu] le-Kerike [e-Kerike] yako engcwele. Zusipe, siyakutandaza ngokululamileyo, okokuba esifele [besifele] nje isono, abupilele [babupilele] ubulungisa, ati [bati] engcwatyiwe [bengcwatyiwe] kunye no-Kristu ekufeni kwake, abukuruseshe [babukuruseshe] ubuntu obudala, awutshabalalise [bawutshabalalise] wonke umzimba wesono; az' ati [baze bati] engumahluleli [bengabahluleli] wokufa [bokufa] kwo-Nyana wako nje, enziwe [benziwe] abe [babe] ngumahluleli [ngabahluleli] wokuvuka [bokuvuka] kwake; az' ati [baze bati] ekugqibeleni nayo yonke i-Kerike yako engcwele, abe [babe] ngumamkeli [ngabamkeli] wobukumkani [bobukumkani] bako obungunapakade; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza ati um-Priste, bemi bonke, abayale abaPenduleli ngalamazwi, esiti,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

NGENXA yokuba lomntwana [ababantwana] etembisile [betembisile] ngani eningamangqina ake [abo], okokuba uyakumlahla [bayakumlahla] u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nokokuba uyakukolwa [bayakukolwa] ku-Tixo, amkonze [bamkonze] yena; nifanel' ukukumbula ukuba yindawo nomsebenzi wenu okokuba nimxelele [nibaxelele] akuba [bakuba] nokuqonda, ukuba sikulu kwesifungo nesitembiso asenzileyo [basenzileyo] ngani ngelixesha lanamhla. Nokuze aziqonde [baziqonde] ezinto ngakumbi, niyakumbiza [niyakubabiza] ukupulapula intshumayelo zelizwi lika-Tixo, nigcine kakulu ukuba asifunde [basifunde] Isivumo sokolo, Umtandazo we-Nkosi, nemiteto elishumi, nazo zonke ezinye izinto ezifanel' ukwaziwa zikolwe ngum-Kristu kube kukupila kwompefumlo wake; nokuba ondhliwe [bondhliwe] ngesimilo esifanelekileyo; sikumbula ngamaxesha onke okokuba ubatizesho luyasibonisa umsebenzi wetu; ongowokumfuza u-Kristu u-Mkululi wetu, senziwe sibe njengaye; siti njengokuba ebefile, wabuya wavuka ngenxa yetu, siti nati sibatizeshiwe nje, sisifele isono, sivuke kanjako ebulungiseni; sihlale sizoyisa zonke inkanuko ezikohlakeleyo, sande imihla ngemihla kubo bonke ubulungisa nenkonzo ka-Tixo.

¶ *Woza ahambise ngokuti,*

NIYAKUGCINA okokuba lomntwana [ababantwana] aziswe [baziswe] ku-Bishope ukuze abekwe [babekwe] izandhla nguye, akuba [bakuba] nako ukusiteta isivumo so-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kolo, umtandazo we-Nkosi, nemiteto ezilishumi, eyifundile [beyifundile] nencwadi yemibuzo ye-Kerike ebibalelwe lomsebenzi.

---

KUSEKUHLENI ngelizwi lika-Tixo okokuba abantwana ababatizeshiweyo bakububa bengekasenzi isono, bayakusindiswa ngokwenyaniso.

---

## UKUBATIZESHWA KWENTSANA KWAKWENZELWA EKAYA.

¶ *Abafundisi bemizi ngemizi bayakubayala abantu, ukuba bangakulibazisi ukubatizeshwa kwabantwana babo emva kwecawa yokuqala nokuba eyesibini yokuzalwa kwabo, bati ukuze benjenjalo kubeko ituba elikulu nelifaneleyo, elivunyelwe ngu-Mfundisi.*

¶ *Bayakubayala kanjako ukuba abantwana babo mabangabatizeshwa emakaya kungeko ituba elikulu nelifaneleyo. Boti ukuba liko babatizeshwe ngoku okubaliweyo apa.*

¶ *Makati kuqala Umfundisi ndawonye nabo bonke abakoyo babizele ku-Tixo, bawutete Umtandazo we-Nkosi, nezinye intandazwana ezixeliweyo ukuba mazitetwe pambi kwokubatizeshwa kwabantwana ekerikeni ngenani elifaneleyo ekuxakekeni okunjalo. Woti Umfundisi, umntwana enikiwe igama ngomnye wabakoyo, amgalele ngamanzi, esiti,*

N. NDIYAKUBATIZESHA egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Boza baguqe bonke, ati Umfundisi ambulele u-Tixo esiti,*

SIYAKUNIKELA imibulelo eyenkliziyo, Bawo onotaru olukulu, okokuba bekutandekile kuwe ukuzala kutsha lomntwana ngo-Moya wako Oyingcwele, nokumamkela abe ngumntwana wako, nokumenza abe lilungu le-Kerike yako engcwele. Zusipe, siyakutandaza ngokululamileyo, okokuba ati engumahluleli wokufa kwo-Nyana wako nje, enziwe abe ngumahluleli wokuvuka kwake; az' ati ekugqibeleni ndawonye nabo bonke abangcwele bako, abe ngumamkeli wobukumkani bako obungunapakade; ngaye u-Nyana wako u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Mabangatandabuzi ke okokuba lomntwana obatizeshiweyo ngokunjalo ubatizeshiwe ngokwaneleyo nangokufanelekileyo, engasafanel' ukubatizeshwa ngokunye. Kodwa noko ukuba umntwana obatizeshiweyo ngokunjalo uyapila, ufanel' ukuziswa ekerikeni, ukuze ati Umfundisi, ukuba nguye ombatizeshileyo ayazise Inklanganiso ukuba lomntwana ebebatizeshiwe ekaya ngokufanelekileyo ngokwombedesho omiselweyo londawo; esiti,*

NDIYANAZISA, okokuba lomntwana wabatizeshwa ndim, *ngexesha elitile nasendaweni etile,* pambi kwamangqina, ngombedesho omiselweyo lonto yi-Kerike.

¶ *Kodwa ukuba umntwana ebebatizeshiwe ngomnye Umfundisi, woza ati Umfundisi walomzi apo umntwana ebezalelwe kona, nokuba kulapo ebebatizeshelwe kona, alinge abuze ukuba umntwana ebebatizeshiwe ngokufanelekileyo kusi-*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

*nina. Woza ati Umfundisi, ukuba abamzisayo umntwana bati selebatizeshiwe, ababuze, esiti,*

LOMNTWANA wayebatizeshiwe ngubanina?

Bekuko banina ekubatizeshweni kwalomntwana?

Ngenxa yokuba zingaba zilityalwe indawo eziyifaneleyo le-Sakramente ngenxa yokwoyika umhlaumbi ngokuxakeka; ndiyanibuza ukuba,

Lomntwana wayebatizeshiwe ngantonina?

Lomntwana wayebatizeshiwe ngamazwi atinina?

¶ *Ukuba Umfundisi uyabona ngempendulo zabo ukuba umntwana ebebatizeshiwe ngokufanelekileyo, akayikubuya ambatizeshe umntwana, kodwa uyakumamkela emhlambini wamakolwa enyaniso, ngokuti,*

NDIYANAZISA okokuba konke bekwenziwe ngokulungileyo nangokufaneleyo ekubatizeshweni kwalomntwana; owayezalelwe esonweni napantsi kwomsindo ka-Tixo, wati kaloku ngokuhlanjululwa ngokuzalwa kutsha elubatizeshweni, wamkelwa enanini labantwana baka-Tixo nelendhlilifa zobomi obungunapakade: ngokuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu akazaleli intsana ezinje ufefe lwake notaru lwake, kodwa uyazibizela kuye ngotando lwake olukulu, njengokuba i-Vangeli engcwele isinqinela, isiti,

**Maraki x. 13.**

BAZISA abantwana abancinane ku-Kristu, ukuze abapate ngezandhla zake; baza aba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

disipile bake babatetisa abebebazisa kuye. Wati u-Yesu akukubona oko, waqumba kunene, wati kubo, Bavumeleni abantwana abancinane beze kum, ningabaleli; ngokuba ubukumkani buka-Tixo bubobabanjalo. Ngokwenene nditi kuni, Osukuba engayikubamkela ubukumkani buka-Tixo njengomntwana omncinane, akayikuz' angene kubo. Waza wabasingata ngengalo, wabeka izandhla zake pezu kwabo, wabatamsanqelisa.

¶ *Woti Umfundisi yakuleseshwa levangelana, abayale abantu ngalamazwi, esiti,*

BATANDWA, niyaweva kulevangelana amazwi o-Msindisi wetu u-Kristu, okokuba waxela ukuba abantwana mabaziswe kuye; nokubohlwaya kwake abo abebebatintela; nokubayala kwake abantu bonke ukuba bafuze bona ngokungabi natyala. Niyabubona nobubele bake ngakubo obebubonakaliswa zizenzo zake, owabasingatayo wabeka izandhla zake pezu kwabo, wabatamsanqelisa. Ningatandabuzi ke kodwa kolwani ngokuqinileyo, okokuba umamkele kwa ngokunjalo lomntwana okoyo apa; wamsingata ngengalo zobubele bake; woza ati (njengokuba asitembisileyo elizwini lake elingcwele) amnike itamsanqa lobomi obungunapakade, amenze abe ngumamkeli wobukumkani bake obungenakupela. Masiti ngoko, sibutembele njalo ububele bo-Bawo wetu wasezulwini ngakuye lomntwana, obubonakalisiweyo ngo-Nyana wake u-Yesu Kristu, simbulele ngenyaniso nangokululamileyo ngomtandazo esiwufundiswa nguye, sisiti,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

TIXO onamandhla onke ongunapakade, Bawo wasezulwini, siyakubulela ngokululamileyo, ngenxa yokuba ubusibizele ekulwazini ufefe lwako, nasekukolweni kuwe; Kwandise kuti okukwazi, luqinise kuti olukolo kude kube ngunapakade. Mpe lomntwana u-Moya wako Oyingcwele, aze azalwe kutsha, enziwe abe yindhlilifa yosindiso olungunapakade, ngayo i-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu, aze ahlale esisicaka [esisicakakazi] sako, asizuze nesitembiso sako; ngaye kwa lowo u-Yesu Kristu u-Nyana wako, ohleliyo epet' ubukumkani, ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste alibuze igama lomntwana; ati lakuxelwa ngaba-Penduleli bake, ahambise Umfundisi, ngokuti,*

UTI egameni lalomntwana, uyamlahla na u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nenkazimlo namamenemene angendawo alomhlaba, nazo zonke inkanuko zawo ezikohlakelayo, nenkanuko zenyama ezingafaneleyo, okokuba akuyikuzilandela ungayikukokelwa zizo na?

*Impendulo.* Ndiyazilahla ezonto zonke.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umfundisi.*

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba?

Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wake i-Nkosi yetu, Nokokuba ebemitiwe ngu-Moya Oyingcwele; wazalwa yintombi engu-Mariya; nokokuba ebebandezelekile pantsí kwo-Pontiyusi Pilati, wakuruseshwa, wafa, wangcwatywa; nokokuba wahlela enklalweni yabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu; wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke; nokokuba eyakubuya evela kona azé kugweba abahleliyo nabafileyo na?

Uyakolwa na kuye u-Moya Oyingcwele; nayi-Kerike engcwele ekatolika; nabubukolwane babangcwele; nakukuxolelwa kwezono; nakukuvuka kwomzimba ekufeni; nabubomi obungunapakade emva kwokufa?

*Impendulo.* Konke oku ndiqinisile ukukolwa kuko.

*Umfundisi.*

UYAKUGCINISA ukuyenza intando ka-Tixo engcwele nemiteto yake, uhambe ngayo yonke imihla yokudhla kwako ubomi na?

*Impendulo.* Ndiyakwenjenjalo.

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIYAMAMKELA lomntwana enklanganisweni yomhlambi ka-Kristu *simbale ngopawu lwekuruse, lube lulokubonisa okokuba uyakuti emva kwoku angadaneli

* *Woti apa um-Priste abale ikuruse ebunzini lomntwana.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukuluvuma ukolo luka-Kristu obekuruseshiwe, kodwa uyakuti pantsi kwobukosi bake, alwe nesono, nomhlaba, no-Satane ngokukalipileyo; ahlale esisicaka [esisicakakazi] sika-Kristu esinyanisekileyo kude kube sekupeleni kwobomi bake. Amen.

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIBONA nje, bazalwane abatandiweyo, okokuba lomntwana uzelwe kutsha ngobatizesho, wamiliselwa emzimbeni we-Kerike ka-Kristu, masimbulele u-Tixo onamandhla onke ngenxa yawo lamatamsanqa; siti ngenkliziyonye siyenzele kuye imitandazo yetu, okokuba makati lomntwana abugqibe ubomi bake njengoko akuqalileyo ngako.

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIYAKUNIKELA imibulelo eyenkliziyo, Bawo onotaru olukulu, okokuba bekutandekile kuwe ukumzala kutsha lomntwana ngo-Moya wako Oyingcwele, nokumamkela abe ngumntwana wako, nokumenza abe lilungu le-Kerike yako engcwele. Zusipe, siyakutandaza ngokululamileyo, okokuba esifele nje isono, abupilele ubulungisa, ati engcwatyiwe kunye no-Kristu ekufeni kwake, abukuruseshe ubuntu obudala, awutshabalalise wonke umzimba wesono; az' ati, engumahluleli wokufa kwo-Nyana wako nje, abe ngumahluleli wokuvuka kwake; az' ati ekugqibeleni nayo yonke i-Kerike yako engcwele, abe ngumamkeli wobukumkani bako obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Woza ati um-Priste, bemi bonke, abayale aba-Penduleli ngalamazwi, esiti,*

NGENXA yokuba lomntwana etembisile ngani eningamangqina ake, okokuba uyakumlahla u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nokokuba uyakukolwa ku-Tixo, amkonze yena; nifanel' ukukumbula ukuba yindawo nomsebenzi wenu okokuba nimxelele lomntwana, akuba nokuqonda, ukuba sikulu kwesifungo nesitembiso asenzileyo ngani. Nokuze aziqonde ezinto ngakumbi, niyakumbiza ukupulapula intshumayelo zelizwi lika-Tixo, nigcine kakulu ukuba asifunde Isivumo sokolo, Umtandazo we-Nkosi, nemiteto elishumi, nazo zonke ezinye izinto ezifanel' ukwaziwa zikolwe ngum-Kristu kube kukupila kwompefumlo wake; nokuba ondhliwe ngesimilo esifanelekileyo; sikumbula ngamaxesha onke okokuba ubatizesho luyasibonisa umsebenzi wetu; ongowokumfuza u-Kristu u-Mkululi wetu, senziwe sibe njengaye; siti njengokuba ebefile, wabuya wavuka ngenxa yetu, siti nati sibatizeshiwe nje sisifele isono, sivuke kanjako ebulungiseni; sihlala sizoyisa zonke inkanuko ezikohlakeleyo, sande imihla ngemihla kubo bonke ubulungisa nenkonzo ka-Tixo.

¶ *Kodwa ukuba abamzisayo umntwana e-Kerikeni bayapendula ngokungaqondekiyo, ukuze kungaqondeki ukuba umntwana wayebatizeshiwe* Ngamanzi, Egameni lo-Yise nelo-Nyana nelo-Moya Oyingcwele, *(ezizona indawo ezinkulu elubatizeshweni,) woza ati um-Priste ambatizeshe ngomiselo wokubatizeshwa kwentsana e-Kerikeni; kodwa uyakuti, akumgalela ngamanzi,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

UKUBA akukabatizeshwa, N. Ndiyakubatitizesha Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.

---

UMBEDESHO

## WOKUBATIZESHWA KWABAKULILEYO

ABANAKO UKUZIPENDULELA NGOKWABO.

¶ *Nxa kuzakubatizeshwa abasebekulile, makubikwe ku-Bishope, nokuba kuko omnye oyakumiselwa lonto nguye, ngabazali babo, nokuba ngabanye abantu abafanelekileyo kube zintsuku ezisixenxe pambi kwokubatizeshwa kwabo; baze babuzwe balingwe ngokukuteleyo, okokuba bafundisiwe imfundiso yaba-Kristu ngokwaneleyo na; nokokuba bayalwe ukuba bati ngokutandaza nangokuzila bazilungisele ukuyamkela le-Sakramente engcwele.*

¶ *Ukuba bafanele, amangqina abo ayakubasa ngasesityeni samanzi okubatizesha kwakugqitywa isilesesho sesibini nokuba kusemtandazweni wakusasa nokuba ngowangokuhlwa, njengokutandwa ngu-Mfundisi, abantu behlangene nokuba kuyicawa nokuba kungomnye umhla ongcwele omisiweyo.*

¶ *Boti bemi kona, um-Priste abuze ukuba kuk' oke wabatizeshwa kubo ababantu kusinina: Ukuba bati,* Hayi; *uyakuti um-Priste,*

BATANDWA, ngenxa yokuba bonke abantu bamitelwe bazalelwe esonweni, (kekaloku okuzelwe yinyama kukwa yinyama,) nabahleli enyameni abanako ukumkolisa u-Tixo, kanti bahleli esonweni bezenza iziposo ezininzi, nangenxa yokuba u-Msindisi wetu



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ongu-Kristu uti, Akuko ongangenayo ebukumkanini buka-Tixo, ukuba akazalwanga kutsha ngamanzi nangu-Moya Oyingcwele ; ndiyanitandaza ngoko ukuba nibizele ku-Tixo ongu-Yise, ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, okokuba ati ngobubele bake obukulu abape [ampe] ababantu [lomntu] oko bebengayi [ebengayi] kuba nako ngokuvela; okokuba babatizeshwe [abatizeshwe] ngamanzi nango-Moya Oyingcwele, bamkelwe [amkelwe] e-Kerikeni ka-Kristu engcwele benziwe [enziwe] babe [abe] ngamalungu [lilungu] ayo [layo] apilileyo [elipilileyo].

¶ *Woza ati um-Priste.*

Masitandaze.

¶ *Iyakuti apa iguqe Inklanganiso yonke.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, owati ngobubele bako obukulu wamsindisa u-Nowa nosapo lwake enqanaweni, ukuze bangabubi ngamanzi ; wabaweza abantu bako o-Sirayeli elwandhle olubomvu, uzekelisa ngako ubatizesho lwako olungcwele ; nowati ngokubatizeshwa kwo-Nyana wako otandiweyo u-Yesu Kristu emlanjeni we-Yoredane wawangcwalisa amanzi abe ngumqondiso wokuhlanjululwa kwesono : Siyakutandaza ukuba mauti ngofefe lwako olukulu ukangele ngota*r*u ababantu [lomntu]; bahlambe [mhlambe] bangcwalise [mngcwalise] ngo-Moya wako Oyingcwele, baze bati [az' ati] besindile [esindile] nje kuyo ingqumbo yako enkulu



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bamkelwe [amkelwe] enqanaweni ye-Kerike ka-Kristu; bati [ati] bengenakushukunyiswa [engenakushukunyiswa] elukolweni, bevuya [evuya] ngetemba, beqinile [eqinile] elutandweni, benjenjalo [enjenjalo] ukudhlula emazeni alomhlaba okatazayo, ukuba bati [ati] ngokugqibela bafike [afike] ezweni lobomi obungenakupela, bapate [apate] ubukumkani kona ndawonye nawe kude kube ngunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, ongumncedi wako bonke abaxakekileyo, nomhlanguli wabo bonke abapepela kuwe, obubomi bamakolwa, nokuvuka kwabafileyo; Siyakutandazela ababantu [lomntu], okokuba bati [ati] besiza [esiza] nje elubatizeshweni lwako olungcwele, bazuze [azuze] ukuxolelwa kwezono zabo [zake] ngokuzalwa okukutsha. Bamkele [mamkele], Nkosi, ngenxa yesitembiso sako ngaye u-Nyana wako otandiweyo, sokuti, Celani, naniyakupiwa; funani, naniyakufumana; qongqotani, naniyakuvulelwa: Mausipe ke tina esicelayo; masifumane tina esifunayo; mausivulele isango esiqongqotayo; baze bati [az' ati] ababantu [lomntu] baluve [aluve] uyolo olungunapakade ngako ukuhlambulula kwako okwasezulwini, bafike [afike] ebukumkanini bako obungunapakade obubutembisileyo ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Boza abantu beme, atete um-Priste, ngokuti,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Wapulapuleni amazwi abaliweyo ngu-Johane e-Vangelini yake, kwisahluko sesitatu, nesahlukwana sokuqala.

BEKUKO indoda yasebafarisini egama belingu-Nikodemo, wayengumpati wasebaYodini: ute yena weza ku-Yesu ebusuku, wati kuye, Nkosi, siyazi ukuba wena ungumfundisi ovela ku-Tixo; ngokuba akuko mntu ongayenzayo lemimangaliso oyenzayo wena, ukuba u-Tixo akanaye. Wapendula u-Yesu wati kuye, Ngokwenene nditi kuwe, Ukuba umntu akazalwa kutsha, akanakubona ubukumkani buka-Tixo. Wati u-Nikodemo kuye, Angatinina umntu ukuzalwa nxa selemdala? Angabuya angene esizalweni sonina azalwe na? Wapendula u-Yesu wati, Ngokwenene, ngokwenene nditi kuwe, ukuba umntu akazalwa ngamanzi nangu-Moya Oyingcwele, akanakungena ebukumkanini buka-Tixo. Okuzelwe yinyama kukwayinyama; nokuzelwe ngu-Moya kukwangu-Moya. Ungamangaliswa kokuba ndite kuwe, Nifanel' ukuzalwa kutsha. Umoya uvutela apo utanda kona, nesandi sawo uyasiva, koko ungazi apo uvela kona nalapo usinga kona; ukwanjalo osukuba ezelwe ngu-Moya.

¶ *Woza abayale ngalamazwi alandelayo, esiti,*

BATANDWA, niyaweva kulevangelana amazwi aqinileyo o-Msindisi wetu u-Kristu, awokuti, ukuba umntu akazalwa ngamanzi nangu-Moya, akanakungena ebukumkanini buka-Tixo. Eningati ngawo nibone ukusweleka okukulu kwale-Sakramente ukuba inge-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nziwa. Nakanjako, kufutshane pambi kwokunyukela kwake ezulwini (njengokuba silesesha esahlukweni sokupela sevangeli ka-Maraki,) wanika umteto kubadisipile bake ngokuti, Hambani niye kuwo wonke umhlaba, niyishumayele i-Vangeli kubo bonke abantu. Okolwayo wabatizeshwa uyakusindiswa, kodwa ongakolwayo uyakugwetywa. Okusibonisayo uncedo olukulu esiluzuzayo ngobatizesho olu. Ngako oko u-Petrosi um-Postile, bakuhlatywa enkliziyweni abaninzi, akuqal' ukuyishumayela i-Vangeli, bakubuza kuye nakwabanye aba-Postile ngokuti, Madoda nabazalwane siyakwenza ntonina? wapendula wati kubo, Gqobokani, nibatizeshwe nonke ngabanye, kube kukuxolelwa kwezono, naniyakwamkela isipiwo so-Moya Oyingcwele. Ngokuba isitembiso besenzelwe nina, nentsapo zenu, nabo bonke abakude, kwa bonke abasukuba iyakubabiza i-Nkosi u-Tixo wetu. Wabayala nangamanye amazwi amaninzi, esiti, Zisindiseni kwesisizukulwana esigwenxa. Ngokuba kwanjengokuba lom-Postile esinqinela kwenye indawo) ubatizesho luyasisindisa kaloku (kungekukususwa kwokuncola kwenyama, kuyimpendulo yesazelo esingenatyala ku-Tixo,) ngako ukuvuka kuka-Yesu Kristu. Ningatandabuzi ke, kodwa kolwani ngokuqinileyo, okokuba uyakwamkela ngofefe ababantu [lomntu] abakoyo [okoyo] apa, begqobokile [egqobokile] ngokwenyaniso, besiza [esiza] kuye ngokolo, abape [ampe] ukuxolelwa kwezono zabo [zake], abanike [amnike] no-Moya wake Oyingcwele netamsanqa lobo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mi obungunapakade, abenze [amenze] babe [abe] ngabahluleli [ngumhluleli] bobukumkani [wobukumkani] bake obungenakupela. Ngako oko sibubona njalo nje ububele bo-Bawo wetu wasezulwini ngakubo [ngakuye] ababantu [lomntu], obubonakalisiweyo ngu-Nyana wake u-Yesu Kristu, masimbulele ngenyaniso nangolulamo, sisiti,

TIXO onamandhla onke ongunapakade, Bawo wasezulwini, siyakubulela ngokululamileyo, ngenxa yokuba ubusibizele ekulwazini ufefe lwako, nasekukolweni kuwe; Kwandise kuti okukwazi, luqinise kuti olukolo kude kube ngunapakade. Bape [mpe] ababantu [lomntu] u-Moya wako Oyingcwele, baze [aze] bazalwe [azalwe] kutsha, benziwe [enziwe] babe [abe] zindhlilifa [yindhlilifa] zosindiso [yosindiso] olungunapakade; ngayo i-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu, ehleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste atete ebantwini abazakubatizeshwa, esiti,*

BATANDWA [sitandwa] enizile [ozile] apa ngokufuna ukulwamkela ubatizesho olungcwele, niyivile [uyivile] imitandazo yalenklanganiso, eyokuba makukoleke e-Nkosini yetu engu-Yesu Kristu ukunamkela [ukukwamkela], nokunitamsanqelisa [nokukutamsanqelisa], inikulule [ikukulule] ezonweni zenu [zako], inipe [ikupe] ubukumkani basezulwini nobomi obungunapakade. Nivile [uvile]



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nokokuba i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu ezibekile ngedinga elizwini layo elingcwele, lokokuba iyakusinika zonke ezozinto ebesizitandazela, eyakuliti idinga elo ngecala layo iligcinise iliqinise ukulenza. Ngako oko u-Kristu ezibekile ngelidinga nje, nani [nawe] nifanele [ufanele] ukuti, ebusweni balenklanganiso, naba abangamangqina enu [ako] nizibeke [uzibeke] ngedinga eliqinileyo, lokokuba niyakumlahla [uyakumlahla] u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nokokuba niyakuhlala [uyakuhlala] nikolwa [ukolwa] li-Lizwi lika-Tixo elingcwele, niyigcine [uyigcine] ngokululamileyo yonke imiteto yake.

¶ *Woza um-Priste ababuze ngabanye abazakubatizeshwa ngalemibuzo elandelayo.*

*Umbuzo.*

UYAMLAHLA na u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nenkazimlo namamemenemene angendawo alomhlaba, nazo zonke inkanuko zawo ezikohlakeleyo, nenkanuko zenyama ezingafaneleyo, okokuba akuyikuzilandela ungayikukokelwa zizo na?

*Impendulo.* Ndiyazilahla ezonto zonke.

*Umbuzo.*

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba?

Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wake i-Nkosi yetu, Nokokuba ebemitiwe ngu-Moya Oyingcwele; wazalwa yintombi engu-Mariya; nokokuba ebebandezelekile pantsi kwo-Pontiyusi Pilati, wakuruseshwa,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wafa, wangcwatywa; nokokuba wahlela enklalweni yabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke; nokokuba eyakubuya avele kona aze kugweba abahleliyo nabafileyo na? Uyakolwa na kuye u-Moya Oyingcwele; nayi-Kerike engcwele ekatolika; nabubukolwane babangcwele; nakukuxolelwa kwezono; nakukuvuka kwomzimba ekufeni; nabubomi obungunapakade emva kwokufa?

*Impendulo.* Konke oku ndiqinisile ukukolwa kuko.

*Umbuzo.*

UNGA ungabatizeshwa kokukukolwa na?

*Impendulo.* Kuyinkanuko yam oko.

*Umbuzo.*

UYAKUGCINISA ukuyenza intando ka-Tixo engcwele nemiteto yake, uhambe ngayo yonke imihla yokudhla kwako ubomi na?

*Impendulo.* Ndiyakwenjenjalo, u-Tixo engumncedi wam.

¶ *Woza ati um-Priste,*

TIXO onotaru olukulu, kwenze okokuba ubuntu obudala kubo ababantu [kulomntu] benziwe njalo ukungcwatywa, ukuze ubuntu obutsha buvuswe kubo [kuye]. *Amen.*

Kwenze okokuba zonke inqwenelo zenyama zife kubo [kuye], kuti konke okukokwo-Moya kupile kukule kubo [kuye]. *Amen.*

Kwenze okokuba babe [abe] namandhla



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

okumeyisa nokumdela u-Satane, nomhlaba nenyama. *Amen.*

Kwenze okokuba bona [yena] benikelwa [enikelwa] kuwe apa bubufundisi nobukonzi betu bavatiswe [avatiswe] ngamandhla asezulwini, bawamkele [awamkele] nomvuzo ongunapakade, ngalo ufefe lwako, Nkosi Tixo odumileyo, ohleliyo, upet' into zonke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, o-Nyana wako otandiweyo kunene u-Yesu Kristu wapalaza ecaleni lake amanzi negazi ngenxa yokuxclelwa kwezono zetu ; nowanika umteto kubadisipile bake wokokuba mabaye bazifundise zonke izizwe, bazibatizeshe Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele ; Zipulapule, siyakutandaza, izikungo zalenklanganiso ; wangcwalise lamanzi abe ngumqondiso wokuhlanjululwa kwesono ; wenze okokuba ababantu [lomntu] abaza [oza] kubatizeshwa kuwo baluzuze [aluzuze] ufefe lwako, bahlale behleli [ahlal' ehleli] bengabenani [engowenani] lamakolwa ako, nelabantwana bako abanyuliweyo, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste abatabate ngabanye bonke abazakubatizeshwa ngesandhla sabo sokunene, ababeke ngasecaleni sesitya sokubatizesha, alibuze igama kumangqina, abangenise emanzini ati umhlaimbi abagalele ngamanzi, esiti,*

N—— Ndiyakubatizesha Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIYAMAMKELA lomntu enklanganisweni yomhlambi ka-Kristu, *simbale ngopawu lwekuruse, lube lulokubonisa okokuba uyakuti emva kwoku angadaneli ukuluvuma ukolo luka-Kristu obekuruseshiwe, kodwa uyakuti pantsi kwobukosi bake, alwe nesono, nomhlaba, no-Satane ngokukalipileyo; ahlale esisicaka [esisicakakazi] sika-Kristu esinyanisekileyo kude kube sekupeleni kwobomi bake. Amen.

* *Woti apa um-Priste abale ikuruse ebunzini lomntu.*

¶ *Woza ati um-Priste,*

SIBONA nje bazalwane abatandiweyo, okokuba ababantu [lomntu] bazelwe [uzelwe] kutsha, bamiliselwa [wamiliselwa] emzimbeni we-Kerike ka-Kristu, masimbulele u-Tixo onamandhla onke ngenxa yawo lamatamsanqa; siti ngenkliziyonye siyenzele kuye imitandazo yetu, okokuba mabati [makati] babugqibe [abugqibe] ubomi babo [bake] njengoko bakuqalileyo [akuqalileyo] ngako namhla.

¶ *Kwoza kutiwe, beguqa bonke,*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

SIYAKUBULELA ngokululamileyo, Bawo wasezulwini, ngenxa yokuba ubusibizele ekulwazini ufefe lwako, nasekukolweni kuwe; Kwandise kuti okukwazi, luqinise kuti olukolo kude kube ngunapakade. Bape [mpe] ababantu [lomntu] u-Moya wako Oyingcwele, baze bati [az' ati] bezelwe [ezelwe] kutsha nje, benziwe [enziwe] bake [abe] zindhlilifa [yindhlilifa] zosindiso [yosindiso] olungunapakade ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, bahlale [ahlale] bezizicaka [esisicaka] zako [sako], bazuze [azuze] nezitembiso zako; ngayo i-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu u-Nyana wako, ohleliyo epet' ubukumkani ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, kude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Woza ati um-Priste, bemi bonke, awayale amangqina ngesisiyalo,*

KEKALOKU ababantu [lomntu] betembisile [etembisile] ebusweni benu nje, okokuba bayakumlahla [uyakumlahla] u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, nokokuba bayakukolwa [uyakukolwa] ku-Tixo, bamkonze [amkonze] yena; nifanel' ukukumbula ukuba ngumsebenzi wenu, ukubakumbuza [ukumkumbuza] ukuba sikulu kwesitembiso abasenzileyo [asenzileyo] ebusweni balenklanganiso nasebusweni benu eningamangqina abo [ake] aqashiweyo. Nifanel' ukubayala [ukumyala] kunene, ukuba bazingise [azingise] kakulu ukufundiswa ilizwi lika-Tixo elingcwele ngokunyanisekileyo; baze [aze] bakule [akule] elufefeni nasekumazini



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

u-Yesu Kristu oyi-Nkosi yetu, baze [aze] bahlale [ahlale] ngokumkonza u-Tixo, ngokulungileyo, nangobungcatu kwobubomi obukoyo emhlabeni apa.

¶ *Woz' ati eteta kubasand' ukubatizeshwa ahambise ngokuti,*

NINA [wena] ke, enite [ote] ngokubatizeshwa kwenu [kwako] namambata [wamambata] u-Kristu, yindawo nomsebenzi wenu [wako], enenziwe [owenziwe] naba [waba] lusapo luka-Tixo, nolwokukanya nje, ngokolo kuye u-Yesu Kristu, ukuhamba ngokufanel' aba-Kristu, nangokufanelwe lusapo lwokukanya, nihlala [uhlala] nikumbula [ukumbula] ukuba ubatizesho luyasibonisa umsebenzi wetu, ongowokumfuza u-Kristu u-Mkululi wetu, senziwe sibe njengaye; siti njengokuba ebefile, wabuya wavuka ngenxa yetu, siti nati sibatizeshiwe nje, sisifele isono, sivuke kanjalo ebulungiseni; sihlale sizoyisa zonke inkanuko ezikohlakeleyo, sande imihla ngemihla kubo bonke ubulungisa nenkonzo ka-Tixo.

¶ *Kufanelekile ukuba bonke abantu ababatizeshiweyo njalo, babekwe izandhla ngu-Bishope kufupi emva kwokubatizeshwa kwabo, ukuze babe nako ukuba ngabamkeli bomtendeleko ongcwele.*

¶ *Ukuba bekuziswa abantwana abangekabi nako ukuqonda abebengabatizeshwanga bezintsana, mababatizeshwe ngokwombedesho wokubatizeshwa kwentsana.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

# INCWADI YEMIBUZO

## ESISIFUNDO ESIFANELE UKUFUNDWA NGABANTU BONKE BENGEKABEKWA IZANDHLA NGU-BISHOPE.

---

*Umbuzo.*

UNGUBANINA Igama lako?

*Impendulo.* Ndingu——.

*Umbuzo.* Ubulinikwe ngubanina elogama?

*Impendulo.* Ngaba-Penduleli bam ekubatizeshweni kwam; endatiwa ngako ndenziwa ndalilungu lika-Kristu, umntwana ka-Tixo, nendhlilifa yobukûmkani bezulu.

*Umbuzo.* Abapenduleli bako bakwenzele ntonina ngeloxesha?

*Impendulo.* Batembisa bafunga indawo zantatu egameni lam. Eyokuqala, ibiyeyokuba ndimlahle u-Satane nayo yonke imisebenzi yake, inkazimlo namamenemene angendawo alomhlaba okohlakeleyo, nazo zonke inkanuko zenyama ezincolileyo. Eyesibini, yeyokuba ndikolwe zizo zonke indawo zenkolo yaba-Kristu. Eyesitatu, yeyokuba ndigcine intando engcwele ka-Tixo nemiteto yake, ndihambe ngayo yonke imihla yokudhla kwam ubomi.

*Umbuzo.* Akutsho na ngokwako ukuba ufanel' ukuzikolwa uzenze ezindawo abazitembisileyo ngawe?

*Impendulo.* Ewe ngokwenene, ndiyakwenjenjalo ngoncedo luka-Tixo. Ndiyambulela u-Bawo wetu wasezulwini ngenkliziyo yam yonke, ngenxa yokuba endibizile ndize ndibe



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nokusindiswa, ngaye u-Yesu Kristu u-Mkululi wetu. Kanjalo ndimtandaza u-Tixo okokuba makandipe ufefe lwake, lwokuba ndihlale kulosindiso kude kube sekupeleni kwobomi bam.

*Umbuzo.*

Sitete Isivumo sokolo lwako.

*Impendulo.*

NDIYAKOLWA ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba :

Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wake i-Nkosi yetu, Obemitiwe ngu-Moya Oyingcwele, Wazalwa yintombi engu-Mariya, Wabandezeleka pantsi kwo-Pontiyusi Pilati, Wakuruseshwa, wafa, wangcwatywa, Wahlela enklalweni yabafileyo ; Wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, Wenyukela ezulwini, Uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke, Apo eyakubuya evela kona agwebe abahleliyo nabafileyo.

Ndiyakolwa ku-Moya Oyingcwele ; Ikerike engcwele e-Katolika ; Ubukolwane babangcwele ; Ukuxolelwa kwezono ; Ukuvuka kwomzimba ekufeni ; Nabo ubomi obungunapakade. Amen.

*Umbuzo.* Indawo ozifundayo kwisisivumo sokolo zizipina ?

*Impendulo.* Kuqala, ndiyafunda ukukolwa ku-Tixo ongu-Yise, owandidala mina nawo wonke umhlaba.

Okwesibini, ku-Tixo ongu-Nyana, owandisindisa mina nabo bonke abantu.

Ngokwesitatu, ku-Tixo ongu-Moya Oyi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRES

ngcwele, ondenza ngcwele mina nabo bonke abantu abaqashiweyo baka-Tixo.

*Umbuzo.*

Ubute, Abapenduleli bako bakutembisela okokuba uyakugcina imiteto ka-Tixo. Ndixelele ukuba mingapina?

*Impendulo.* Lishumi.

*Umbuzo.* Yiyipina.

*Impendulo.*

YEBITETIWE ngu-Tixo encwadini ye-Kesodusi kwisahluko samashumi amabini, esiti, Mina ndiyi-Nkosi engu-Tixo wako, ewakukupayo ezweni le-Jipete nasendhlwini yobukoboka.

I. Akuyikuba nabo otixo bambi ngapandhle kwam.

II. Akuyikuzenzela umfanekiso oqingqiweyo, nento efana nesezulwini pezulu, nesemhlabeni pantsi apa, nesemanzini ngapantsi kwomhlaba. Akuyikuzitobela kuzo, akuyikuzibedesha kanjalo: ngokuba mina oyi-Nkosi engu-Tixo wako ndingu-Tixo onobukwele, ndibuza izono zoyise kuzo intsapo, kude kube sesitatu nesesine isizukulwana sabanditiyayo, ndisenza ngofefe kumawaka abanditandayo nabayibambayo imiteto yam.

III. Akuyikufumana ulibize Igama le-Nkosi engu-Tixo wako: ngokuba i-Nkosi engayikumyeka angabi natyala lowo ofumana elibiza Igama layo.

IV. Kumbula umhla we-Sabata uwenze ngcwele wona. Uyakusebenza imihla ibe mitandatu, uwenze wonke umsebenzi wako; ko-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

dwa umhla wesixenxe uyi-Sabata ye-Nkosi engu-Tixo wako. Akuyikwenza namnye umsebenzi ngawo, kwa wena, nonyana wako, nentombi yako, nesicaka sako, nesicakakazi sako, nenkomo zako, nowasemzini osukuba esendhlwini yako. Ngokuba i-Nkosi yadala izulu nomhlaba, nolwandhle, nento zonke ezikona, ngemihla yamitandatu, yaza yapumla ngowesixenxe umhla: kungoko i-Nkosi yawutamsanqelisa umhla wesixenxe, yawenza ngcwele wona.

V. Babeke oyihlo nonyoko : ize imihla yako yolulwe ezweni olipiwayo yi-Nkosi engu-Tixo wako.

VI. Akuyikubulalala.

VII. Akuyiku*r*exeza.

VIII. Akuyikubà.

IX. Akuyikuteta ubungqina obubuxoki ngaye umelwane wako.

X. Akuyikunqwenela indhlu yomelwane wako, akuyikunqwenela umfazi womelwane wako, nesicaka sake, nesicakakazi sake, nenkabi yake, nehashe lake, nanye into eyeyomelwane wako.

*Umbuzo.*

Indawo ozifundayo ngalemiteto zezipina?

*Impendulo.* Ndifund' indawo ezimbini : endifanel' ukwenza ngayo ku-Tixo, nendifanel' ukwenza ngayo kumelwane wam.

*Umbuzo.* Yeyipina indawo ofanel' ukwenza ngayo ku-Tixo?

*Impendulo.* Indawo endifanel' ukwenza ngayo ku-Tixo, yeyokuba ndikolwe kuye, ndimoyike, ndimtande ngayo yonke inkliziyo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yam, nangayo yonke ingqondo yam, nangawo wonke umpefumlo wam, nangawo onke amandhla am; ndimbedeshe, ndimbulele, nditembe yena yedwa, ndibizele kuye, ndilidumise Igama lake elingcwele ne-Lizwi lake, ndimkonze ngenyaniso yonke imihla yokudhla kwam ubomi.

*Umbuzo.* Yeyipina indawo ofanel' ukwenza ngayo kumelwane wako?

*Impendulo.* Indawo endifanel' ukwenza ngayo kumelwane wam, yeyokuba ndimtande njengokuzitanda kwam, ndenze ebantwini bonke kwangoko endinga bangenza ngako kum: Ndibatande, ndibeke, ndondhle obawo nomà: Ndimbeke ndimpulapule Ukumkanikazi, nabo bonke abanobukosi pantsi kwake: Ndibalulamele bonke abapati bam, nabafundisi bam, nabagcini bompefumlo wam, nenkosi zam: Ndizitobe ndizilulamele kubo bonke abakulu kum: Ndingoni mntu nangelizwi nangesenzo: Ndenze ngokulungileyo ndingakohlisi mntu: Ndingabi nakuzonda nokutiya enkliziyweni yam: Ndizigcine izandhla zam zingebi, nolwimi lwam lungaxoki, lungahlebi, lungateti okukohlakeleyo: Ndiwugcine umzimba wam ngobungcatu, nangokuzilumkela, nangobungcwele: Ndingazinqweneli impahla zabanye abantu; kodwa ndifunde ndisebenze ngokukuteleyo ukuze ndizuze ukupila kwam, ndenze ngendawo endifanel' ukwenza ngayo emsebenzini endiyakubizelwa kuwo ngu-Tixo.

*Umbuzo.*

Kuqonde oku Mntwanam, okokuba akuna-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mandhla okuzenza ezizinto ngokwako, nokuhamba ngemiteto ka-Tixo, umkonze yena, ungenalo ufefe lwake, olufanel' ukulucela ngokutandaza ngamaxesha onke. Mandive ukuba uyawazi na Umtandazo we-Nkosi.

*Impendulo.*

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Umbuzo.* Intonina oyicelayo ku-Tixo kulomtandazo?

*Impendulo.* Ndiyayicela i-Nkosi yam engu-Tixo u-Bawo wetu wasezulwini, ongosipayo zonke izinto ezilungileyo, okokuba makalutumele kum ufefe lwake, nakubo bonke abantu; size simbedeshe, simkonze, simpulapule ngokusifaneleyo. Ndiyatandaza ku-Tixo, okokuba makasitumele zonke izinto esiziswelеyo ngemipefumlo nangemizimba yetu; abe notaru kuti, asixolele izono zetu; asisindise asilondoloze kuzo zonke ingozi zemizimba yetu nezemipefumlo yetu; asigcine kuso sonke isono nenkohlakalo, kulo utshaba lwetu olungu-Satane, nasekufeni okungunapakade. Ndiyatemba ukuba uyakukwenza oku ngofefe lwake nangobulungisa bake, ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Ngako oko nditi, Amen, okukuti, Makube njalo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umbuzo.*

U-KRISTU wamisela e-Kerikeni yake i-Sakramente ezingapina?

*Impendulo.* Ezimbini kupela, ezifanele usindiso, okukuti, Ubatizesho, no-Mtendeleko we-Nkosi.

*Umbuzo.* Lelokutinina elilizwi lokuti i-Sakramente?

*Impendulo.* Lingumqondiso ongapandhle obonakalayo wofefe olungapakati olwomoya esilupiweyo, udaliwe ngu-Kristu ngokwake, size siluzuze ufefe ngawo, ube lingqina lokusitembisa lona ngokuqinileyo.

*Umbuzo.* Izahluko ze-Sakramente zingapina?

*Impendulo.* Zimbini; ngumqondiso ongapandhle obonakalayo, nofefe olupakati olwomoya.

*Umbuzo.* Umqondiso ongapandhle obonakalayo elubatizeshweni uyintonina?

*Impendulo.* Ngamanzi; ati umntu abatizeshwe ngawo *Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele.*

*Umbuzo.* Ufefe olungapakati olwomoya luyintonina?

*Impendulo.* Lukukufelwa sisono, nokuzalwa kutsha ebulungiseni: ngokuba tina esizalelwe esonweni, singabantwana bengqumbo, senziwa ngalo sibe ngabantwana bofefe.

*Umbuzo.* Kubizwa ntonina ebantwini abaza kubatizeshwa?

*Impendulo.* Uguquko, abayakulahla isono ngalo; nokolo, abayakuti ngalo bakolwe zizitembiso zika-Tixo ezenziweyo kubo elubatizeshweni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umbuzo.* Pofu kute nina ukuba kubatizeshwe nentsana, ezingenakuba nazo ezonto?

*Impendulo.* Ngokuba ziyazitembisa ezonto ngaba-Penduleli bazo; zisiyakuti zakukula, zifanel' ukuqinisa ukuzenza ngokwazo.

*Umbuzo.* Isakramente yo-Mtendeleko we-Nkosi yaidalelwe ntonina?

*Impendulo.* Ukuze ibe sisikumbuzo esiyakuhlala sisikumbuza idini lokufa kuka-Kristu, namatamsanqa esiwazuzayo ngalo.

*Umbuzo.* Umqondiso ongapandhle obonakalayo emtendelekweni we-Nkosi uyintonina?

*Impendulo.* Sisonka ne-Veyine, eyasiyalela ngazo i-Nkosi ukuba masizamkele.

*Umbuzo.* Indawo epakati ekuzekeliswa yona iyintonina?

*Impendulo.* Ngumzimba ne-Gazi lika-Kristu, eziti zona zitatyatwe zamkelwe ngokwenyaniso ngabakoliweyo emtendelekweni we-Nkosi.

*Umbuzo.* Amatamsanqa esiwazuzayo ngako ngawenina?

*Impendulo.* Kukwomelezwa nokwonwatyiswa kwemipefumlo yetu ngo-Mzimba ne-Gazi lika-Kristu, njengokuba nemizimba yetu isenjwanjalo ngesonka neveyine.

*Umbuzo.* Kubizwa ntonina kwabezayo emtendelekweni we-Nkosi?

*Impendulo.* Okokuba bazilinge, ukuba bayaguquka na ngokwenyaniso ezonweni zabo zangapambili, nokokuba baziqinise okokuba bayakuhlala ngenklalo entsha; babe netemba elipilileyo ebubeleni buka-Tixo ngaye u-Kristu, bekukumbula ukufa kwake ngokubulela; bahlale ngokutandana nabantu bonke.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Abafundisi bemizi ngemizi bayakuti nge-Cawa nangeminye imihla engcwele, emva kwesilesesho sesibini somtandazo wangokuhlwa, bazifundise intsapo ezitunyelwe kubo, kwindawo ezitile zalencwadi yemibuzo.*

¶ *Nabo bonke abanabantwana bayakubatuma ndawonye nabazizicaka zabo, (abangekayifundi lencwadi yemibuzo,) baye ekerikeni ngexesha elimisiweyo, bati kona bapulapule bafundiswe ngumfundisi bade bazazi zonke izinto ezibaliweyo apa.*

¶ *Bakuba abantwana benobudala obufaneleyo, bezazi Isivumo sokolo, Umtandazo we-Nkosi, nemiteto ilishumi, benako nokuyipendula imibuzo ebaliweyo kulencwadana, bayakusiwa ku-Bishope. Bati bonke ngabanye babe nengqina lokunqina okokuba babekiwe izandhla nguye.*

¶ *Kwoti akushumayela u-Bishope ukuba makuziswe abantwana aze ababeke izandhla, woti umfundisi awazise ku-Bishope amagama abo bonke abantu bomzi wake ababonayo ukuba bafanel' ukuba babekwe izandhla ngu-Bishope. Ati u-Bishope ukuba ubavumele ababeke izandhla ngokwomiselo olandelayo.*

---

UMISELO

# WOKUBEKWA KWEZANDHLA

PEZU KWABABATIZESHIWEYO

BENOBUDALA NOKUQONDA OKUFANELEYO.

---

¶ *Ngemini emisiweyo, bonke abazakubekwa izandhla bayakuma ngokulungeleleneyo pambi kwo-Bishope; ati yena (umhlaumbi omnye Umfundisi omiswe nguye) atete lamazwi alandelayo okuti,*

UKUZE lombedesho wokubekwa izandhla ube nokubanceda ngakumbi abakwamke-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

layo, i-Kerike iwenzile umteto wokuti, Akuyikubekwa zandhla pezu kwomntu emva kwelixesha lakaloku nje ongasaziyo ukusiteta Isivumo sokolo, nomtandazo we-Nkosi, nemiteto elishumi ; abe nokuyipendula imibuzo esencwadini yemibuzo : lomteto ke ufanel' ukugcinwa kakulu; ukuze bati abantwana sebekulile nje benokuqonda, bezazi into ebezitenjisiwe ngabo ngaba-Penduleli babo ekubatizeshweni kwabo, babuye baziqinise ngeyabo imilomo nangezabo inkliziyo, ekuhleni nasebusweni be-Kerike ; baze bazibeke ngedinga, okokuba bayakuti ngamaxesha onke ngoncedo luka-Tixo, balinge ukuzigcina nokuzenza zonke ezozinto abazivumileyo ngokwabo.

¶ *Woza u-Bishope ababuze, esiti,*

NINA enilapa nje, ebusweni buka-Tixo nalenklanganiso, niyasihlaziya na esositembiso nesifungo esingcwele esibe senziwe egameni lenu ; nigasiqinisa ngokunye na ngezenu iziqu, niyavuma na ukuba kunifanele ukuzikolwa nokuzenza zonke ezozinto, abati aba-Penduleli benu bazitembisa ngenxa yenu ?

¶ *Boti bonke ngabanye bapendule ngokuvakalayo, besiti,*

Ndenjenjalo.

*U-Bishope.*

UNCEDO lwetu luse-Gameni le-Nkosi ;

*Impendulo.* Eyadala izulu nomhlaba.

*U-Bishope.* Malidunyiswe Igama le-Nkosi ;

*Impendulo.* Kwa ngelixesha kude kube ngunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*U-Bishope.* Nkosi, yipulapule imitandazo yetu.

*Impendulo.* Nesikalo setu masifikelele kuwe.

*U-Bishope.* Masitandaze.

TIXO onamandhla onke ongunapakade, obazeleyo kutsha aba abazizicaka zako ngamanzi nango-Moya Oyingcwele, wabaxolela zonke izono zabo ; Zubomeleze, siyakutandaza, ngo-Moya wako Oyingcwele ongu-Monwabisi, uti izipo zako ezipezu kwembaliso uzandise kubo imihla ngemihla ; umoya wobulumko nowengqondo ; nomoya wecebo namandhla ompefumlo ; umoya wokwazi nowokulunga okuyinene ; ubazalise, Nkosi, ngomoya wokwoyika wena ngokungcwele, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Woza ati u-Bishope, beguqa bonke pambi kwake ngokulungeleleneyo, asibeke isandhla sake pezu kwenkloko zabo bonke ngabanye, esiti,*

MGCINE, Nkosi, lomntwana [lomntu] wako ngofefe lwako lwasezulwini, aze ahlale engowako ; akule ngakumbi nangakumbi imihla ngemihla ngo-Moya wako Oyingcwele, ade angene ebukumkanini bako obungunapakade. *Amen.*

¶ *Woza ati u-Bishope,*

Inkosi maibe kuni.

*Impendulo.* Nakumoya wako.

¶ *Woza u-Bishope, beguqa abantu bonke, ahambise ngokuti,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Masitandaze.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Nalentandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, osenzayo ukuba sizenze ezonto ezilungileyo nezitandekayo kubo ubukulukazi bobu-Tixo bako; Siyakutandaza ngokululamileyo ngenxa yaba abazizicaka zako, esibate (ngokulinganisa aba-Postile bako abangcwele) sababeka izandhla zetu, size siti ngalomboniso sibazise ubukulukazi botando lwako nofefe lwako ngakubo. Siyakutandaza Bawo, okokuba masiti isandhla sako sibakusele ngamaxesha onke; ati no-Moya wako Oyingcwele abe kubo ngamaxesha onke, wenjenjalo ukubakokela kuko konke ukwazi nasekulipulapuleni Ilizwi lako, baze bati ekugqibeleni bazuze ubomi obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu, ohleliyo epet' ubukosi, ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

NKOSI enamandhla onke, Tixo ongunapakade, siyakutandaza okokuba mauzipate, uzilungise, uzingcwalise inkliziyo zetu nemizimba yetu ezindhleleni zelizwi lako, nasekuyenzeni imiteto yako; ize iti ngokugcina



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kwako okunamandhla onke ilondolozwe imizimba nemipefumlo yetu, kaloku nakude kube ngunapakade ; ngaye oyi-Nkosi yetu no-Msindisi wetu ongu-Yesu Kristu. *Amen.*

¶ *Woti u-Bishope abatamsanqelise, esiti,*

ISITAMSANQELISO sika-Tixo Onamandhla onke, so-Yise, neso-Nyana, neso-Moya Oyingcwele, masibe pezu kwenu, sihlale kuni kude kube ngunapakade. *Amen.*

¶ *Woti umntu ukuze abe nokungena emtendelekweni ongcwele, abe ngoselebekiwe izandhla, ati umhlaimbi abe selelungele ekungxamel' ukwenjwanjalo.*

---

UMISELO

## WOKWENZIWA KWOMTSHATO.

¶ *Kwoti kuqala kushunyayelwe isishumayelo sabo bonke abazakutshata e-Kerikeni nge-Cawa ezintatu ngexesha lombedesho wakusasa, nowangokuhlwa (ukuba awenziwa owakusasa) kwakugqitywa isilesesho sesibini ; ati Umfundisi,*

NDIYASHUMAYELA isishumayelo somtshato pakati kwo— wase— no— wase—. Ukuba kuk' okuni olaziyo ituba elitile lokokuba ababantu ababini abafanel' ukutshata, makalixele. Oku kulixesha lokuqala [lesibini, lesitatu] lokushumayela.

¶ *Ukuba abantu abazakutshata abahleli emzinimnye, isishumayelo siyakushunyayelwa emizini omibini ; woti umfundisi womnye walomizi angabinakubatshatisa, engekazuzi incwadi kumfundisi womnye umzi, yokuti isishumayelo sabo besishunyayelwe nguye katatu.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Ngexesha elimiselweyo umtshato, abantu abazakutshata bayakungena e-Kerikeni ndawonye nezihlobo zabo, beme kona ndaweninye, indoda ingasekunene, inkazana ingasekohlo, aze aqale um-Priste ngokuti,*

BATANDWA, sibutene ndawonye apa emehlweni ka-Tixo, nasebusweni balenklanganiso, ukuze sibandakanye lendoda nalenkazana ngomtshato ongcwele, oyinklalo efaneleyo eyadalwa ngu-Tixo oko bekungabiko sono, nezekelisayo ukubandakanywa kuka-Kristu ne-Kerike yake; newati u-Kristu ngokwake wayingcwalisa wayibuka ngokubako kwake, nangomangaliso wake wokuqala owayesenziwa e-Kana yase-Galili; kanjalo iyanconywa nangu-Paulusi esiti yinto elungel' ukubekwa ngabantu bonke: ngako oko ayinakufumana yenziwe ingenwe ngokungaqondi, nangokufeketa, nangobuntshinintshini, ibe yeyokukolisa inqweno nenkanuko zenyama njengokwezilo ezingenakuqonda; kodwa ifanel' ukwenziwa ngokutelekelela, ngokuqonda, nangokuqiqa, nasekumoyikeni u-Tixo; sizikumbula ngokukuteleyo indawo obute Umtshato wamiselwa zona.

Kuqala, waumiselwe ukuzalwa kwabantwana, abayakukuliswa bafundiswe ekuyoyikeni i-Nkosi, nasekulidumiseni Igama layo elingcwele.

Okwesibini, waumiselwe ngenxa yesono, ukuze abantu bangenzi umbulo; bati abangenaso isipiwo sobungcatu batshate, bahlale bengamalungu amhlope omzimba ka-Kristu.

Okwesitatu, waumiselwe ngenxa yobuko-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lwane noncedano notutuzelano, obekuyakuzuzwa ngomnye kwomnye, ngexesha lobutamsanqa nangexesha lobunzima. Kekaloku ababantu ababini abakoyo apa baza kubandakanyiswa kulonklalo engcwele. Ngako oko ukuba kuko ongaxelayo ituba elilungileyo lokokuba ababantu abafanel' ukubandakanywa, makalixele ngoku, ati ukuba akenjenjalo, ahlal' ati tu kude kube ngunapakade.

¶ *Woza atete kubo abantu abazakutshata, ati,*

NDIYANIYALA nobabini, njengokuba niyakupendula ngomhla owoyikekayo wokugweba, xeshekweni imfihlakalo zenkliziyo zonke ziyakutyilwa, ukuba kuk' okuni nobabini olaziyo ituba lokokuba anifanel' ukutshata, makalixele kaloku nje. Ngokuba kwazini oku, ukuba bonke abatshatayo ngapandhle kwokuvunyelwe lilizwi lika-Tixo, ababandakanyiwe ngu-Tixo; nokutshata kwabo akulungelelene nomteto.

¶ *Ngomhla womtshato, ukuba kuko oqinisayo ukuti kuko ituba abangafanele ngalo ukutshata bobabini, ngomteto ka-Tixo nangesiko lalomhlaba, ati yena amise inani elitile ayakulirola nabanye ndawonye naye, ukuba akunjengokwelizwi lake; woti umtshato utintelwe ide ilingwe lonto ukuba iyinyaniso kusinina.*

¶ *Ukuba akuxelwa tuba lokuba abafanel' ukutshata, Umfundisi uyakuhambisa ngokuti endodeni,*

——, UYAYIVUMA lenkazana ibe ngumfazi wako omtshatileyo na, ukuze nihlale ndawonye ngomiselo ka-Tixo enklalweni engcwele yomtshato? Uyakuyitanda na, uyonwabise,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

uyibeke, uyigcine emikuhlaneni nasekupileni; uz' uti uwalahla onke amanye unamatele kuyo yodwa ngalo lonke ixesha eniyakudhla ubomi ngalo nobabini na?

¶ *Yoti indoda ukupendula,*

Ndiyakwenjenjalo.

¶ *Andul' Umfundisi abuze inkazana esiti,*

——, UYAYIVUMA lendoda ibe yindoda yako oyitshatileyo na, ukuze nihlale ndawonye ngomiselo ka-Tixo enklalweni engcwele yomtshato? Uyakuyipulapula na, uyikonze, uyitande, uyibeke, uyigcine emikuhlaneni nasekupileni; uz' uti uwalahla onke amanye unamatele kuyo yodwa ngalo lonke ixesha eniyakudhla ubomi ngalo nobabini na?

¶ *Yoti inkazana ukupendula,*

Ndiyakwenjenjalo.

¶ *Woza ati Umfundisi,*

Lenkazana inikwa ngubanina kulendoda?

¶ *Woti Umfundisi eyitabatile inkazana ezandhleni zikayise nokuba zezomhlobo wayo, ayise endodeni, eyakuti ngesandhla sayo sokunene isitabate isandhla sokunene senkazana, itete emva kwomfundisi, isiti,*

MINA —— ndiyakutabata wena —— ube ngumfazi wam endimtshatileyo ukuba ndibe nawe ndikubambe namhla nangexesha lonke elizayo, ngexesha lobutamsanqa nangexesha lobunzima, ngexesha lobutyebi nangexesha lokuswela, emikuhlaneni nasekupileni, ndiku tande ndikugcine ngomiselo ongcwele ka-Tixo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

side sahlulwe kukufa; ngako oko ndiyakubekela inyaniso yam.

¶ *Boza bayekane izandhla; iz' iti inkazana ngesandhla sayo sokunene isitabate isandhla sokunene sendoda, itete emva kwomfundisi, isiti,*

MINA —— ndiyakutabata wena —— ube yindoda yam endiyitshatileyo, ukuba ndibe nawe ndikubambe namhla nangexesha lonke elizayo, ngexesha lobutamsanqa nangexesha lobunzima, ngexesha lobutyebi nangexesha lokuswela, emikuhlaneni nasekupileni, ndikutande, ndikugcine, ndikupulapule, ngomiselo ongcwele ka-Tixo, side sahlulwe kukufa; ngako oko ndiyakubekela inyaniso yam.

¶ *Bobuya bayekane izandhla; iti indoda iyinikele inkazana umsesane, iwubeke pezu kwencwadi nomnikelo omisiweyo kumfundisi. Woti um-Priste awutabate umsesane awunikele kuyo indoda, eyakuwufaka emnweni wesine wesandhla sekohlo senkazana. Iz' iti isawubamba kona imlandele um-Priste ngokuti,*

NGAWO lomsesane ndiyakuzeka ube ngumfazi wam, nditi ngumzimba wam ndikubuke, ndikwahlulele konke endinako emhlabeni: Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.

¶ *Yoti indoda iwushiyile umsesane emnweni wesine wesandhla sokohlo senkazana; bayakuguqa bobabini, ati Umfundisi,*

Masitandaze.

TIXO ongunapakade, ongu-Mdali no-Mlondolozi wabo bonke abantu, ongosipayo lwo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nke ufefe lwasezulwini, nobomi obungunapakade; Sitobe isitamsanqeliso sako pezu kwezizicaka zako lendoda nalenkazana, esibatamsanqelisayo Egameni lako; kuze kuti, kwanjengokuba u-Yisake no-Rebeka bebehleli ndawonye ngotando olukolisekileyo, bati kwanjalo nababantu basiqinise ukusenza nokusigcina isibambiso ebabekelene ngaso, (ongumqondiso wesibambiso abasenzeneyo lomsesane owanikelwa watatyatwa,) bahlale ndawonye ngamaxesha onke ngotando nangoxolo oluzalisekileyo, bahambe endhleleni yemiteto yako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza um-Priste ababambisane ngezandhla zabo zokunene, ati,*

ABABANDAKANYIWEYO ngu-Tixo mabangezi bahlulwe ngumntu.

¶ *Woza Umfundisi atete ebantwini, esiti,*

NGENXA yokuba u—— no—— bavumelene ngomtshato ongcwele, bakubonakalisa oko pambi kwo-Tixo nalenklanganiso, banikelana inyaniso yabo, bakubonisa oku ngokunika nangokuwamkela umsesane, nangokubambana ngezandhla; ndiyashumayela ukuba bayindoda nomfazi, Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.

¶ *Woti Umfundisi ahambise ngesisitamsanqeliso sokuti,*

U-TIXO ongu-Yise, no-Tixo ongu-Nyana, no-Tixo ongu-Moya Oyingcwele, makani-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

tamsanqelise, anilondoloze, anigcine ; i-Nkosi maibe notaru pezu kwenu, inikangele ngobubele bayo; inenjenjalo ukunikolisa ngawo onke amatamsanqa asezulwini, nangofefe lwayo, nize nenjenjalo ukuhlala ndawonye ekudhliweni kwobubomi, ukuze niti ezweni elizakubako nizuze ubomi obungunapakade. *Amen.*

¶ *Kwoza kutetwe umhlaumbi kuculwe eliculo elilandelayo, Umfundisi esiya etafileni ye-Nkosi.*

Iculo cxxviii.

BANETAMSANQA bonke abayoyikayo i-Nkosi : nabahambayo ezindhleleni zayo.

Ngokuba uyakuwudhla umsebenzi wezandhla zako : uyakuba netamsanqa, kulunge konke kuwe.

Umfazi wako uyakuba njengomti weveyine exakatayo : emacaleni endhlu yako ;

Abantwana bako bayakuba njengemitana yeminquma : beyijikeleza itafile yako.

Uyakutanyusanqeliswa njalo : umntu oyoyikayo i-Nkosi.

I-Nkosi iyakukutamsanqelisa e-Ziyone: wauyakuyibona i-Yerusaleme yonwabile ngayo yonke imihla yokudhla kwako ubomi ;

Uyakubona abantwana babantwana bako : kwa noxolo pezu kwo-Sirayeli.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umhlaumbi eliculo.*

Iculo lxvii.

WANGA u-Tixo angasipata ngofefe, asitamsanqelise: asibonise ukukanya kwobuso bake.

Ize indhlela yako yaziwe emhlabeni: nosindiso lwako pakati kwezizwe zonke.

Abantu mabakudumise, Tixo: bonke abantu mabakudumise.

Izizwe mazivuye zigcobe: ngokuba uyakugweba abantu ngokulungileyo, uzipate izizwe ezisemhlabeni.

Abantu mabakudumise, Tixo: bonke abantu mabakudumise.

Woz' umhlaba uvelise iziqamo zawo: no-Tixo, kwa u-Tixo wetu, uyakusitamsanqelisa.

U-Tixo uyakusitamsanqelisa: zaziyakuti zonke incam zomhlaba zimoyike.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana: nakuye u-Moya Oyingcwele;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo; kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Woti um-Priste, iculo liseligqityiwe, indoda nomfazi beguqa pambi kwetafile ye-Nkosi, emi yena ngasetafileni, abeke ebantwini, ati,*

Nkosi, sipate ngofefe.

*Impendulo.* Kristu, sipate ngofefe.

*Umfundisi.* Nkosi, sipate ngofefe.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Umfundisi.* Nkosi, zisindise isicaka sako nesicakakazi sako;

*Impendulo.* Ezitembela kuwe.

*Umfundisi.* Nkosi, zitumele uncedo oluvela endaweni yako engcwele;

*Impendulo.* Uzikusele ngamaxesha onke.

*Umfundisi.* Maube yinqaba yazo yamandhla,

*Impendulo.* Ebusweni bentshaba zazo.

*Umfundisi.* Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

*Impendulo.* Nesikalo setu masifikelele kuwe.

*Umfundisi.*

TIXO ka-Abrahame, Tixo ka-Yisake, Tixo ka-Yakobi, zitamsanqelise ezizicaka zako, uyihlwayele ezinkliziyweni zabo imbewu yobomi obungunapakade; ukuze bati konke abakufundayo ezwini lako elingcwele, bakwenze ngokukuteleyo. Bakangele ngofefe, Nkosi usezulwini, ubatamsanqelise. Uti njengokuba ubusitumile isitamsanqeliso sako pezu kwo-Abrahame no-Sara, wenjenjalo ukuzitamsanqelisa ezizicaka zako; zize ziti, ziyenze intando yako zipantsi kwokugcina kwako, zihlale elutandweni lwako kude kube sekupeleni kwobomi bazo; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Lentandazwana elandelayo ayiyikutetwa ukuba umfazi uselemdala engasenakubazala abantwana.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

NKOSI enofefe, Bawo wasezulwini, ekungabo ububele bako lwandiswayo uluntu; Siyakutandaza okokuba ubancede ababantu bobabini, baze bacume ekuzaleni abantwana, bahlale ngokwonwabileyo ngotando nangenyaniso, bade bababone abantwana babo bekulile ngokulungileyo nangokufanel' aba-Kristu, kube kukudunyiswa kwako; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO, owati ngamandhla ako amakulu wazidala izinto zonke ezikoyo; nowati (zisezilungisiwe ezinye izinto) wamisa okokuba umfazi akuzuze ukuvela kwake endodeni (ebidaliwe ngomfanekiso wako;) wati ubabandakanyile wafundisa okokuba akuyikuza kuvunyelwe ngumteto ukuba bahlulwe obabandakanyileyo ngomtshato: Tixo, owayingcwalisa inklalo yomtshato ibe ngumboniso olungileyo kangaka okokuba usalatisele ukutshata okukwasezulwini nokubandanywa kuka-Kristu ne-Kerike yake; Maubakangele ngofefe aba abazizicaka zako, iz'iti lendoda imtande umfazi wayo njengokwelizwi lako, (njengokuba no-Kristu ebeyitanda i-Kerike yake, wayincamela ubomi bake, eyitanda eyondhla kwa njengokungati ibiyinyama yake,) nokokuba lenkazana mayitande indoda yayo, iyilulamele, iyikolise, iyipulapule, iti ngolulamo, ngobungcatu, nangoxolo iwafuze amankazana angcwele alungileyo. Batamsanqelise bobabini, Nkosi, ubape okokuba babe zindhlilifa zobukumkani bako obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Woza ati um-Priste,*

U-TIXO onamandhla onke, owati ekuqaleni kwomhlaba wadala u-Adame no-Eva, wabangcwalisa wababandakanya ngomtshato; Makabugalele pezu kwenu ubutyebi bofefe lwake, aningcwalise anitamsanqelise, nize nimkolise ngemizimba yenu nangemipefumlo yenu, nihlale ndaweninye ngotandano olungcwele kude kube sekupeleni kwobomi benu. *Amen.*

¶ *Ukuba akuko ntshumayelo yokuxela okufanel' ukwenziwa yindoda nomfazi, Umfundisi uyakulesesha esisiyalo, esiti,*

NINA nonke enisenitshatileyo, nani enizakungena kulonklalo engcwele yomtshato, sipulapuleni Isibalo esingcwele, ukuxela kwaso okufanel' ukwenziwa ngamadoda kubafazi bawo, nangabafazi kumadoda abo.

Um-Postile ongu-Paulusi encwadini yake kuma-Efese kwisahluko sesihlanu, uyawayala amadoda atshatileyo ngokuti; Nina madoda batandeni abafazi benu, kwanjengokuba no-Kristu ebeyitandile i-Kerike yake, wayincamela ubomi bake, ukuze ayingcwalise ayihlambulule ngamanzi, ngalo Ilizwi; ukuze azimisele i-Kerike engcwele, engenabala nombibi nanye into enjalo; ibe ngcwele ibe mhlope engenakuncola. Ngokunjalo amadoda afanel' ukubatanda abafazi bawo kwanjengemizimba yawo. Omtandayo umfazi wake uyazitanda ngokwake; ngokuba kungazanga kubeko umntu owayitiyayo inyama yake, kodwa uyayigcina ayondhle, njengokuba ne-Nkosi iya-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yenza njalo i-Kerike yayo: ngokuba singamalungu omzimba wake, enyama yake namatambo ake. Ngenxa yoku indoda iyakubashiya oyise nonina, inamatele emfazini wayo; boza bati bobabini babe yinyama nye. Oku kuyimfihlakalo enkulu; kodwa ndiyateta ngaye u-Kristu ne-Kerike yake. Kodwa noko maniti nonke ngabanye nibatande abafazi benu kwa njengokuzitanda kwenu.

Kwanjalo no-Paulusi lowo, encwadini yake kuma-Kolose, uyabayala bonke abanabafazi, ngokuti, Madoda, batandeni abafazi benu, ningabi namona ngakubo.

Wapulapuleni namazwi atetwayo ngu-Petrosi um-Postile ka-Kristu, obeyindoda enomfazi ngokwayo, kubo bonke abanabafazi; Nina madoda hlalani nabafazi benu ngokwokwazi; nimbeka umfazi, ngokukumbula ukuba usisidalo esibutataka, nokokuba nizindhlilifa nobabini zofefe lwobomi, ukuze imitandazo yenu ingatinteleki.

Nikuvile okufanel' ukwenziwa yindoda kumfazi wayo. Kekaloku kwa ngokunjalo nina bafazi kupulapuleni nikufunde enifanel' ukukwenza kumadoda enu, njengokuba kubaliwe Esibalweni esingcwele.

U-Paulusi kwa kulencwadi yake kuma-Efese, uyanifundisa ngokuti, Bafazi, zilulameleni kumadoda enu, njengase-Nkosini. Ngokuba indoda iyinkloko yomfazi, njengokuba no-Kristu uyinkloko ye-Kerike: enguye nje ongu-Msindisi womzimba. Ngako oko njengokuba i-Kerike ilulamele ku-Kristu, mabenjenjalo abafazi kumadoda abo entweni



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

zonke. Uti kanjako, Umfazi makayibeke indoda yake.

Uti kanjako u-Paulusi encwadini yake kuma-Kolose, aninike imfundiso efutshane, esiti, Bafazi, zilulameleni kumadoda enu, njengokuba kufanelekile e-Nkosini.

Uti no-Petrosi uyanifundisa kakuhle, esiti, Nina bafazi, walulameleni amadoda enu; ukuze bati ukuba bako abangalenziyo Ilizwi, baguquke ngenxa yenu lingeko Ilizwi, bakubona ukumila kwenu okungenatyala nolulamo lwenu. Okuhomba kwabo makungabi ngokupotwa kwenwele, nokuhomba ngegolide, noqayisa ngezivato ngokuzidhla; kodwa makube bubuntu obufihlakeleyo enkliziyweni, okusisihombo esingenakwonakala; esiyinkliziyo etambileyo nelulamileyo, esiyinto enkulu ebusweni buka-Tixo. Ngokuba bebesenjenjalo kudala abafazi abangcwele abebetembele ku-Tixo, bazihombisa ngokuwalulamela amadoda; njengokuba no-Sara wampulapula u-Abrahame embiza ngokuti nkosi, enizintombi zake ukuba niyakwenza okulungileyo, ningenakwoyika.

¶ *Kufanelekile ukuba abantu abasand' ukutshata bawamkele umtendeleko ongcwele ngexesha lokutshata kwabo, nokuba kungomhla okufupi emva kwokutshata kwabo.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

UMBEDESHO

# WOKWENZIWA NGUMFUNDISI

AKUTYELELA EZINDHLWINI ZABAFAYO.

---

¶ *Ukuba kuko umntu onomkuhlane omkulu, kuyakubikwa kumfundisi walomzi, oyakuti engena endhlwini yomntu ofayo, ati,*

UXOLO malubeko kulendhlu nakubo bonke abahleli kuyo.

¶ *Az' ati akufika ebusweni bofayo, aguqe ngamadolo, esiti,*

ZUNGAZIKUMBULI, Nkosi, izono zetu nezono zobawo betu: Sinyamezele, Nkosi elungileyo, banyamezele abantu bako, obakululeyo ngegazi lako elinqabileyo, ungasiqumbeli kude kube ngunapakade.

*Impendulo.* Sinyamezele, Nkosi elungileyo.

¶ *Woza ati Umfundisi,*

Masitandaze.

Nkosi, sipate ngofefe.
*Kristu, sipate ngofefe.*
Nkosi, sipate ngofefe.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni ; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Umfundisi.* Nkosi, sisindise isicaka [isicakakazi] sako ;

*Impendulo.* Esitembela kuwe.

*Umfundisi.* Situmele uncedo oluvela endaweni yako engcwele ;

*Impendulo.* Usikusele ngamaxesha onke.

*Umfundisi.* Utshaba malungabi nakusoyisa ;

*Impendulo.* Nokohlakeleyo makangasondeli kuso.

*Umfundisi.* Maube yinqaba yaso yamandhla, Nkosi,

*Impendulo.* Ebusweni botshaba lwaso.

*Umfundisi.* Nkosi, yipulapule imitandazo yetu.

*Impendulo.* Nesikalo setu masifikelele kuwe.

*Umfundisi.*

NKOSI, kangela pantsi usezulwini, usibone usincede esisicaka [esisicakakazi] sako. Sikangele ngamehlo ofefe lwako, usonwabise, usinike itemba eliqinileyo kuwe, usilwele kulo utshaba lwaso, usigcine sihlale ngoxolo nangokwonwabileyo ; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

SIPULAPULE, Tixo onamandhla onke, ongu-Msindisi olufefe lupezu konke ; sincede esisicaka [esisicakakazi] sako esibulewe sisifo ngofefe lwako olungenakupela. Singcwalise, siyakutandaza, esisibeto sako kuye ; ukuze kuti ngokuswela kwake amandhla omzimba omelezwe amandhla okolo lwake, nenya-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

niso yoguquko lwake: kuze kuti ukuba kuyakoleka kuwe ukumbuyisela ebomini obenabo obungapambili, ati ngexesha elizakuza lobomi bake ahlale ekwoyikeni nasekudumiseni wena: kodwa ukuba akukoleki njalo ebubeleni bako, zumncede ngofefe lwako okokuba asinyamezele ngokululamileyo esisohlwayo sako, ukuze ati kwakupela obubomi obuhlungu ahlale nawe ebomini obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woza Umfundisi amyale ofayo ngalamazwi, umhlaumbi ngamanye akwanjalo.*

SITANDWA, kuqonde oku ukugqale, okokuba u-Tixo onamandhla onke uyi-Nkosi yobomi nokufa, nazo zonke izinto zakona, ezibubutsha, ukwomelela, ukupila, ukwalupala, ukuswel' amandhla, nokuba nesifo. Ngako oko nokuba isifo sako sisentonina, sikumbule usazi ukuba sisohlwayo sika-Tixo esipezu kwako. Nokuba esisifo situnyelwe pezu kwako okokuba sibe sesokulinga unyamezelo lwako, ukuze ube ngumlinganiso kwabanye, nokuze ukolo lwako luti ngemini ye-Nkosi lufunyanwe lukazimla lunokudunyiswa, kube kukwandiswa kwobungcwalisa nenyweba engunapakade; kanti umhlaumbi situnyelwe pezu kwako sibe sisohlwayo kuwe sikuguqule entweni zonke obusona ngazo ngaku-Yihlo wasezulwini; kwazi oku kunene, okokuba, ukuba uyaguquka ngokwenyaniso ezonweni zako, usinyamezele isifo sako, utembele ebubeleni buka-Tixo, ngenxa yo-Nyana wake ongu-Yesu Kristu, umbulele ngokululamileyo nge-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nxa yesohlwayo sake, uzilahlele entandweni yake, siyakuti isifo sibe kukuncedwa kwako, sikuncede zikungenise endhleleni elungileyo esinga ebomini obungunapakade.

¶ *Ukuba umkuhlane umkulu kakulu, Umfundisi uyakusinqumla apa isiyalo, ati ukuba akunjalo ahambise ngokuti,*

SILULAMELE ngako oko isohlwayo se-Nkosi: Ngokuba (njengokuba esitsho no-Paulusi encwadini yake kuba-Hebrewu kwisahluko seshumi elinesibini ukuti) i-Nkosi iyamohlwaya lowo imtandayo, ibabete bonke onyana ibamkelayo. Ukuba niyasinyamezela isohlwayo sika-Tixo, u-Tixo uyanipata njengonyana; ngokuba nguwupina unyana ongabetwayo nguyise? Kodwa ukuba anikuvi ukwohlwaywa, okuviwa ngabo bonke, seningabantwana besisu, ningengabo onyana. Kanjalo, besinabo obawo benyama yetu, abebesohlwaya, saza sababeka: sasingayikumlulamela kakulu ngakumbi na u-Yise wemipefumlo, sipile ke? Ngokuba bona bebesohlwaya imihla yamincinane ngokutanda kwabo; kodwa lo uyasohlwaya kube kukuncedwa kwetu, ukuze sibe ngabahlulelane bobungcwele bake. Lamazwi ke, mzalwane, abaliwe ezibalweni ezingcwele, ukuze abe ngawokusonwabisa nokusifundisa; ukuze siti ngokululamileyo nangokubulela sisinyamezele isohlwayo so-Bawo wetu wasezulwini, akuti ngobubele bake obukulu atande ukusohlwaya ngembandezelo etile. Ngekungxanyelwa ngaba-Kristu bonke ukuba bamfuze u-Kristu, bati njengaye bazinyamezele imba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndezelo, nenkatazo, nezifo. Ngokuba naye ngokwake akanyukelanga eluyolweni lwake, engekabuvi ubuhlungu; akangenanga ebungcwaliseni bake, engekabulawa·ngokubetelwa emtini. Ngako oko ngokwenyaniso ukubandezelwa apa ndawonye no-Kristu kuyindhlela yokunyukela eluyolweni lwake olungunapakade; nokufa ngovuyo ndawonye no-Kristu kulisango letu lokungena ebomini obungenakupela; size sibuye sivuke ekufeni, sihlale ndawonye naye ebomini obungunapakade. Ngako oko sinyamezele esisifo sako, esikukuncedwa kwako, ndiyakuyala Egameni lika-Tixo, ukuba usikumbule isifungo owabusenzile ekubatizeshweni kwako. Nangenxa yokuba emva kwobubomi kuyakupendulwa ku-Mgwebi olungisayo, oyakubagweba abantu bonke, engayikuketa umntu, ndiyakuyala ukuba mausilinge isimilo sako nenklalo yako, obuhleli ngazo ngakuye u-Tixo nangasebantwini; ukuze uzinika ityala uzigweba ngazo iziposo zako, ufumane ufefe esandhleni so-Bawo wetu wasezulwini ngaye u-Yesu-Kristu, unganikwa tyala, ungagwetywa ngalomhla wokugweba owoyikekayo. Ndoti ngako oko ndikutetele indawo zokolo lwetu, uze ubone ukuba uyakolwa na zindawo ezifanel' ukukolwa ngum-Kristu, kusinina.

¶ *Woti apa Umfundisi atete indawo zokolo lwetu, esiti,*

UYAKOLWA na ku-Tixo u-Yise onamandhla onke, Umdali wezulu nomhlaba?

Naku-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

wake i-Nkosi yetu? Nokokuba ebemitiwe ngu-Moya Oyingcwele; wazalwa yintombi engu-Mariya; nokokuba ebebandezelekile pantsi kwo-Pontiyusi Pilati, wakuruseshwa, wafa wangcwatywa; nokokuba wahlela enklalweni yabafileyo, wabuya wavuka kwabafileyo ngomhla wesitatu, wenyukela ezulwini, uhleli ngasekunene kwo-Tixo u-Yise onamandhla onke; nokokuba eyakubuya evela kona aze kugweba abahleliyo nabafileyo na?

Uyakolwa na kuye u-Moya Oyingcwele; nayi-Kerike engcwele ekatolika; nabubukolwane babangcwele; nakukuxolelwa kwezono; nakukuvuka kwomzimba ekufeni; nabubomi obungunapakade emva kwokufa?

¶ *Woti umntu ofayo apendule, esiti,*

Konke oku ndiqinisile ukukolwa kuko.

¶ *Woza Umfundisi ambuze amlinge ukuba uyaguquka ngokwenyaniso na kuzo zonke izono zake, nokuba uhleli ngotandano nabo bonke abantu kusinina; amyale okokuba abaxolele ngenkliziyo yake yonke bonke abamonileyo; ati ukuba kuko aboniweyo nguye ababuyisele ngako konke anako. Ukuba akakawenzi umyolelo wempahla zake, makawenze kamsinya, awaxele namatyala ake akubanye abantu, nawabanye abantu akuye; kube kukwonwatyiswa kwenkliziyo yake ngakubo abanye abantu, nezabanye abantu ngakuye. Kodwa abantu bafanel' ukukunjuzwa futi ukuba bawenze umyolelo wabo, bawalungise namatyala abo, besahleli ngokupilileyo.*

¶ *Lamazwi andulelayo angatetwa ngumfundisi ngokubona kwake, engekawuqali umtandazo.*

¶ *Umfundisi makangalibali ukubayala abafayo abazizityebi ukuba babe nesisa kumahlwempu.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Woti apa umntu ofayo ayalwe ukuba azixele izono zake, ukuba unendawo ezinzima ezipezu kwompefumlo wake. Woti emva kwokwenjenjalo kwake, um-Priste amkulule ezonweni zake (ukuba ukungxamele ngokululamileyo nangenkliziyo yake yonke) esiti,*

INKOSI yetu u-Yesu Kristu eyayinika i-Kerike yake amandhla okubakulula bonke aboni abaguqukayo ezonweni zabo ngokwenyaniso nabakolwayo kuye, maiti ngofefe lwayo olukulu ikuxolele izono zako : Nangamandhla endiwanikelwe nguye, ndiyakukulula kuzo zonke izono zako, Egameni lo-Yise, nelo-Nyana, nelo-Moya Oyingcwele. Amen.

¶ *Woz' ati um-Priste emva kwoku ayenze lentandazwana, esiti,*

Masitandaze.

TIXO olufefe lupezu konke, oti ngobubele bako obukulu uzixolele izono zabo bonke abaguqukayo ngokwenyaniso, ungabisazikumbula; Sikangele esisicaka [esisicakakazi] sako ngamehlo ofefe lwako esilungxameleyo uxolelo lwako ngenkliziyo yaso yonke. Kuhlaziye kuso, wena Bawo onotando olukulu, konke okwonakalisiweyo kukukohlisa nangumona ka-Satane, nayintando nobutataka baso, ligcine ulilondoloze elilungu elifayo e-Kerikeni yako; lukangele uguquko lwake, uzamkele inyembezi zake, ubudambise nobuhlungu bake, njengokuba uyabona ukuba kufanelekile kuye. Uti ngenxa yokuba etemba elufefeni lwako lodwa nje, ungabisazikumbula izono zake zakudala, kodwa zumomeleze ngo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Moya wako; uti kwakutandeka kuwe ukumsusa emhlabeni apa, umtabatele enywebeni yako, ngazo imfanelo zo-Nyana wako otandiweyo kunene ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Woti Umfundisi alitete eliculo.*

Iculo lxxi.

NDITEMBELE kuwe, Nkosi; mandingezi ndidaniswe : ndikulule ngobulungisa bako, undisindise; yitobele kum indhlebe yako, undikulule.

Yiba yinqaba yam, endiyakusabela kuyo : unditembisile usindiso; ngokuba ululwalwa lwam, nehlati lam.

Ndikulule, Tixo wam, esandhleni sabakohlakeleyo : nasesandhleni songalungileyo nongenalusizi.

Ngokuba nguwe olitemba lam, Nkosi Tixo : ubulitemba lam kwasebutsheni bam.

Bendisekelwe nguwe kwasezizalweni : nguwe owandikupayo esiswini sikamà; udumiso lwam luyakuhlala lungawe.

Ndiyinto yokutelwa nqa ngabaninzi : kodwa nguwe osisipepelo sam esinamandhla.

Umlomo wam uyakuzala ludumo lwako : nobukulu bako ngamaxesha onke.

Zungandilahli ngexesha lokwalupala : ungandishiyi akuncipa amandhla am.

Ngokuba intshaba zam ziyateta ngakum, nabawulalelayo umpefumlo wam bayacebana ngakum, besiti : u-Tixo umlahlile, mputumeni, nimbambe; ngokuba akuko ongamsindisayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Zungabi kude kum, Tixo : Tixo wam, ngxama uze kundinceda.

Mabadaniswe batshatyalaliswe abazintshaba kumpefumlo wam : mabagqitywe kukudelwa nalihlazo abafun' ukundenzakalisa.

Kodwa ndiyakuhlala nditemba : ndimane ndisongeza ukukudumisa.

Umlomo wam uyakushumayela ubulungisa bako nosindiso lwako ngamaxesha onke : ngokuba zipezu kwembaliso.

Ndiyakuhamba ngamandhla e-Nkosi u-Tixo : ndiyakubukankanya ubulungisa bako, kwa obako bodwa.

Tixo, undifundisile kwasebutsheni bam : ngako oko ndiyakuyishumayela imimangaliso yako.

Sendimdala ndinezimvi, zungandilahli, Tixo : ndide ndiwabonakalise amandhla ako kwesisizukulwana, nengalo yako kubo bonke abayakuza.

Ubulungisa bako, Tixo, bupakamile kakulu, wena ozenzileyo into ezinkulu : ngubanina onjengawe, Tixo?

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Aze ahambise ngokuti,*

WENA Msindisi womhlaba, owasikulula ngekuruse yako nangegazi lako elinqabileyo, Sisindise, usincede, Nkosi, siyakutandaza ngokululamileyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

¶ *Aze ati Umfundisi,*

INKOSI enamandhla onke, engumlondolozi wabo bonke abatembela kuye, eziti izinto zonke ezisezulwini pezulu, nezisemhlabeni, nezingapantsi kwomhlaba zitobele kuye, zimpulapule, makabe ngumlondolozi wako kaloku nangamaxesha onke; akwazise ukuba akuko gama limbi pantsi kwezulu elinikiweyo kubantu, ongati ngalo uzuze ubomi nosindiso, ngapandhle kwegama le-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu. Amen.

¶ *Woti emva kwoko,*

SIYAKUNIKELA ebubeleni buka-Tixo nasekugcineni kwake. I-Nkosi maikutamsanqelise, ikugcine. I-Nkosi maibukanyise ubuso bayo pezu kwako, ibe nofefe kuwe. I-Nkosi maibupakamise ubuso bayo pezu kwako, ikunike uxolo, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*

---

*Intandazwana yokutandazela umntwana ofayo.*

TIXO onamandhla onke, Bawo onofefe, ekuvela kuwe ubomi nokufa; Siyakutandaza ngokululamileyo, ukuba maukangele usezulwini ngamehlo ako ofefe pezu kwalomntwana oleleyo sisifo: Mkangele, Nkosi, ngosindiso lwako; umkulule kubo ubuhlungu bomzimba wake ngexesha lako elilungileyo, uwusindise nompefumlo wake ngenxa yofefe lwako: Ukuze kuti ukuba kuyintando yako ukuba yolulwe imihla yake emhlabeni apa, ahlale engumntwana wako, abe ngoyakukudumisa ngo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kukonza wena ngenyaniso, nangokwenza okulungileyo esizukulwaneni sake, uti ukuba akunjalo, umamkele ukuba angene ezinklalweni zako zasezulwini apo imipefumlo yabo bonke abaleleyo e-Nkosini engu-Yesu iluvayo uxolo noyolo olungunapakade. Sipe oku, Nkosi, ngenxa yofefe lwako, ngaye u-Nyana wako oyi-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, ohleliyo epet' ubukosi ndawonye nawe no-Moya Oyingcwele, emnye u-Tixo, kude kube ngunapakade. *Amen.*

*Umtandazo wokutandazela umntu ofayo nxa kungaseko temba lokuba uyakupila.*

BAWO onobubele, ongu-Tixo osincedayo sakuswela, nositutuzelayo sakuxakeka; Size ebusweni bako ukuza kumtandazela lowo osisicaka [osisicakakazi] sako, opetwe sisandhla sako ngesifo esikulu. Mkangele ngofefe, Nkosi; uti, usonakala nje umzimba wake, uwomeleze umpefumlo wake ngofefe lwako nango-Moya wako Oyingcwele. Mpe uguquko lwenyaniso kuzo zonke iziposo zake zangapambili, uluqinise ukolo lwake ku-Yesu u-Nyana wako; zize izono zake zicinywe lufefe lwako, nokuxolelwa kwake kuqiniswe ezulwini, engekemki apa, angabisabiko. Siyazi Nkosi, okokuba akuko nto ekunqabeleyo; nokokuba ungati ukuba uyatanda, ungabuya umvuse ulolule ixesha lokuhlala kwake pakati kwetu: kodwa ngenxa yokuba ixesha lokumka kwake lingati liselikufupi, mlungisele, siyakutandaza, ixesha lokufa kwake, ukuze kuti emva kwokumka kwake ngoxolo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nangotando lwako, uti umpefumlo wake ungeniswe ebukumkanini bako obungunapakade, ngenxa yemfanelo nokusitetelela kuka-Yesu Kristu, okupela kwo-Nyana wako, oyi-Nkosi no-Msindisi wetu. *Amen.*

*Umtandazo wokutandazela umntu ofayo lakufika ixesha lokububa kwake.*

TIXO onamandhla onke, ekuhleli kuwe yonke imipefumlo yabalungileyo abangcwalisiweyo, yakukululwa ezimbandezelweni zalomhlaba; Siyawunikela ezandhleni zako ngokululamileyo umpefumlo wesisicaka [wesisicakakazi] sako esingumzalwane wetu, ezandhleni zo-Mdali no-Msindisi onofefe olukulu; sikukunga ngokululamileyo okokuba mawube unqabile emehlweni ako. Wuhlambulule, siyakutandaza, egazini lalo-Mvana ebingenatyala, eyabulawa ngenxa yetu, ukuze izisuse izono zomhlaba; ukuze konke ukuncola okuwusulelweyo ngulomhlaba oncolileyo nokohlakeleyo zinkanuko zenyama nangamaqinga ka-Satane kuhlanjululwe; uze unikelwe kuwe ungenabala ungenakuncola. Usifundise tina esisahleliyo esikubonayo okukufa imihla ngemihla size siqonde ukuba butataka nokungaziwa kwobubomi betu; siyenjenjalo ukuyibala imihla yetu, ukuba inkliziyo zetu sizibekise kwobobulumko obungcwele basezulwini, obuyakusingenisa ebomini obungunapakade, ngazo imfanelo zika-Yesu Kristu okupela kwo-Nyana wako i-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umtandazo wokutandazela abanobuhlungu nezitukutezi enkliziyweni ngenxa yezenzo zabo.*

NKOSI enodumo, Yise wezibele, ongu-Tixo wotutuzelo lwonke ; Siyakutandaza ukuba maumkangele ngosizi nangenceba lowo osisicaka [osisicakakazi] sako esibandezelekileyo. Uyambalela izinto ezi*ra*ra kakulu, uzibuyisele pezu kwake izono zake zakudala ; ingqumbo yako inzima pezu kwake, nompefumlo wake uxakekile kakulu : Kodwa wena, Tixo onobubele, olibalileyo Ilizwi lako elingcwele ukuba lisifundise, size siti ngonyamezelo nangokwonwatyiswa zizibalo ezingcwele, sibe nalo itemba ; maumpe ukuba aziqonde ngokwake, aziqonde izitembiso nezisongelo zako ; aze angalilahli itemba lake elikuwe, angalibeki endaweni yimbi ngapandhle kwako. Momeleze kuzo zonke izilingo zake, uzipilise zonke izifo zake. Ingcongolo egudhliweyo zungayapuli, nesibane esiqumayo zungasicimi. Zungazivingceli izibele zako ngengqumbo, kodwa umvise uvuyo nokwonwaba, aze avuye amatambo uwatyumzileyo. Mkulule elutshabeni lwake, upakamise ukukanya kwobuso bako pezu kwake, umpe uxolo, ngazo imfanelo nokusitetelela kuka-Yesu Kristu oyi-Nkosi yetu. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# UKWAMKELWA KWOMTENDELEKO NGABAFAYO.

¶ *Ngenxa yokuba bonke abantu abasemhlabeni bahleli pantsi kwengozi nemikuhlane nezifo ezininzi ezingababaqayo ngamaxesha onke, nangenxa yokuba bengenakulazi ixesha bayakumka ngalo emhlabeni apa: ngako ako ukuze bahlale bekulungiselwe ukufa akutanda ukubabiza u-Tixo onamandhla onke, abafundisi bayakuhlala bebayala abantu babo (ngokukulu ngexesha lengqakaqa nesinye isifo esibulalayo) ukuba bawamkele futi umtendeleko ongcwele womzimba negazi lo-Msindisi wetu u-Kristu, wakwenzelwa e-Kerikeni, ukuze bati ngokwenjenjalo, bangabi nasitukutezi ngokusweleka kwawo, bakuhlelwa yinto enjalo. Kodwa ukuba umntu ofayo akanakuza ekerikeni, kanti unga angawamkela endhlwini yake; makamazise Umfundisi axele nokuba bangapina abayakuwamkela ndawonye naye, (abangayikuba pantsi kwenani labantu ababini,) kwoti kuko indawo efaneleyo enento zonke zilungisiwe endhlwini yomntu ofayo, Umfundisi uyakuwenzela kona umtendeleko ongcwele, eqala ngalentandazwana elandelayo, ehambisa ngencwadana nevangelana.*

*Intandazwana.*

TIXO onamandhla onke ongunapakade, ongu-Mdali wabantu bonke, obalulekayo abatandwa nguwe, obohlwaya abo ubamkelayo; Siyakutandaza ukuba maube nofefe pezu kwesisicaka [kwesisicakakazi] sako esihlelwe sisandhla sako, usenze ukuba sisilulamele isifo saso, sibuye sizuze ukupila kwomzimba waso,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

(ukuba kuyintando yako;) wenze okokuba kuti kwakumka umpefumlo waso emzimbeni waso, unikelwe kuwe ungenabala ungenakuncola; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Incwadana.* Kuba-Hebrewu xii. 5.

NYANA wam, zungasideli isibeto se-Nkosi, ungacubuki yakukwohlwaya. Ngokuba i-Nkosi iyamohlwaya osukuba imtandayo; imbete unyana esukuba imamkela.

*Ivangelana.* Johane v. 24.

NGOKWENENE, ngokwenene nditi kuni, Lowo olipulapulayo ilizwi lam, akolwe nguye onditumileyo, unobomi obungunapakade, wayengayikungena ekugwetyweni; kodwa udhlulile ekufeni wangena ebomini.

¶ *Woti um-Priste emva kwoku awenze umtendeleko ongcwele ngokwobekubaliwe emiselweni wawo, eqala ekutini* [Nina eniguqukayo ezonweni zenu ngokwenyaniso, &c.]

¶ *Ngexesha lokwabelwa kwe-Sakramente engcwele, um-Priste uyakuwamkela kuqala umtendeleko, aze anikele kubadhlelana nofayo ati ngokugqibela anikele kofayo ngokwake.*

¶ *Kodwa ukuba umntu ngenxa yobukulu besifo sake, umhlaimbi ngokungaxelelwa kwomfundisi ngexesha elifaneleyo, umhlaimbi ngokuswela abanye abayakudhlelana naye, nokuba uyatintelwa ngelinye ituba elifaneleyo, aze angayamkeli i-Sakramente yomzimba negazi lika-Kristu, Umfundisi uyakumxelela ngokuti ukuba uyaguquka ngokwenyaniso ezonweni zake, akolwe ukuba u-Yesu Kristu wamfela ngokwenyaniso pezu kwekuruse, wamkulula ngokumpalazela*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Igazi lake, awakumbule amatamsanqa awazuzileyo ngako, embulela ngenkliziyo yake yonke, uyawudhla umzimba alisele negazi lo-Mkululi wetu u-Kristu kube kukupiliswa kwompefumlo wake, noko engayidhlanga i-Sakramente ngomlomo wake.*

¶ *Kwoti akuti umntu ofayo awamkele umtendeleko ongcwele xesha linye nokuza kubonwa kwake, aliyikutetwa Iculo lokuti* [Nditembele kuwe, Nkosi, &c.] *wosuka um-Priste ahambise ngokuwenza umtendeleko.*

¶ *Ngexesha lengqakaqa nezinye izifo ezisulelwayo, nxa bengavumi abanye ukuza kuwamkela umtendeleko ngokwoyika ukusulelwa, akucela ofayo, Umfundisi angadhlelana naye yedwa.*

---

UMBEDESHO

# WOKUNGCWATYWA KWABAFILEYO.

¶ *Makugqalwe ukuba lombedesho awunakwenzelwa ababube bengabatizeshwanga, nabakutshiweyo ekerikeni, nabazibuleleyo ngokwabo.*

¶ *Umfundisi uyakulihlangabeza alikaulele idhlaka ekungeneni kwalo endaweni yokungcwaba abafileyo, ati ehamba pambi kwalo, abeke engcwabeni, umhlaimbi ekerikeni, ewateta lamazwi, esiti,*

MINA ndikukuvuka ndibubomi, itsho i-Nkosi : okolwayo kum, nakuba efile, uyakubuya abudhle ubomi : nobudhlayo ubomi ekolwa kum akasayikuz' afe. *Johane* xi. 25, 26.

Ndiyazi okokuba u-Mkululi wam uhleli, nokokuba uyakuti ngomhla wokugqibela eme



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

pezu kwomhlaba. Nakuba impetu ziyakuwonakalisa umzimba wam, ndiyakuti enyameni yam, ndimbone u-Tixo : ndizibonele ngokwam, akangele namehlo am, ndingabonelwa ngomnye. *Jobe* xix. 25, 26, 27.

Asizanga nanto ukuza kwetu emhlabeni, kusekuhleni okokuba asinakupuma nanto kanjalo. I-Nkosi yasipa, i-Nkosi yasihluta; malidunyiswe Igama le-Nkosi. 1 *Timote* vi. 7; *Jobe* i. 21.

¶ *Kwoza kutetwe libe linye umhlaumbi abe mabini kulamaculo alandelayo.*

Iculo xxxix.

NDITE, ndiyakuzilumkela indhlela zam: ndize ndingoni ngolwimi lwam.

Umlomo wam ndiyakuwugcina ngomkala: nxa okohlakeleyo asebusweni bam.

Ndasidenge, andateta nto : ndati tu nakwokulungileyo; kwabubuhlungu nosizi kum.

Inkliziyo yam yashushu pakati kwam, kwati ndisacinga kwavuta umlilo : ndaza ndateta ngolwimi lwam;

Nkosi ndazise isipelo sam, nenani lemihla yam ukuba lingakananina : ndize ndilazi ixesha ndisenalo.

Ngokuba imihla yam uyenze njengobubanzi besandhla : nobudala bam abuyonto pambi kwako; ngenyaniso bonke abantu behleli nje bakokungendawo.

Ngokuba umntu uyahamba njengokungati usemfanekisweni, bafumana benexala ngokokungendawo : befumba indyebo, kanti abamazi oyakuzamkela.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Kaloku Nkosi, itemba lam liyintonina: ngenyaniso itemba lam likuwe.

Ndikulule kuzo zonke izigqito zam : ungandenzi ndibe sisidelwa samageza.

Ndasidenge andavula umlomo wam : ngokuba kube kusenzwa nguwe.

Sisuse isibeto sako kum : ndonakele bubunzima besandhla sako.

Wakuti ngenxa yenkohlakalo umohlwaye umntu ngokumtetisa, uyabenza ubuhle bake bonakale, njengenundu isonakalisa ingubo: ngenyaniso bonke abantu bakokungendawo.

Wuve umtandazo wam, Nkosi, unike indhlebe ekubizeni kwam : zungati tu ezinyembezini zam.

Ngokuba ndingowasemzini ndikuwe nje: ndingumpambukeli njengobawo bonke.

Ndinyamezele, ndize ndizomeleze : ndingekemki apa, ndize ndingabisabiko.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

Iculo xc.

NKOSI, ubuyindawo yetu yokupepela: kwisizukulwana ngesizukulwana.

Zingekazalwa intaba, nanxa ubungekadali umhlaba nelizwe : kwa kungunapakade kude kube ngunapakade ungu-Tixo.

Ugamguqulela entshatyalalisweni umntu: ubuye uti, Buyani, bonyana babantu.

Ngokuba ebusweni bako iminyaka iliwaka



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

injengemini yayizolo : nxa igqitileyo, nanjengevarasho ebusuku.

Uyemka nabo njengomsinga, banjengobutongo : bayabuna kamsinya njengengca.

Eti kusasa imile, ihlume : kanti ngokuhlwa iyanqunyulwa ibune.

Ngokuba siyatshatyalaliswa yingqumbo yako : setuswe ngomsindo wako.

Izikohlakalo zetu uzibekile pambi kwako: nezono zetu zangasese uzibekile ekukanyeni kwobuso bako.

Ngokuba wakuba nomsindo, yonke imihla yetu ipelile : iminyaka yetu iyadhlula njengembali.

Imihla yeminyaka yetu iyiminyaka emashumi asixenxe; nakuba iti ngenxa yamandhla ibe ngamashumi asibozo : amandhla ayo aba lusizi nobubi, ngokuba inqanyulwe kamsinya, singabisabiko.

Ngubanina owaziyo amandhla omsindo wako : kwanjengokwoyikwa kwako, injalo ingqumbo yako.

Sifundise size siyibale imihla yetu : size sizibekisele ebulumkweni inkliziyo zetu.

Buya, Nkosi, kwoda kube ninina : makube lusizi kuwe ngenxa yezicaka zako.

Sikolise kwakusasa ngezibele zako : size sigcobe sivuye ngayo yonke imihla yetu.

Sivuyise ngenxa yemihla wabusibandezela ngayo : nangenxa yeminyaka ebesisiva ububi ngayo.

Umsebenzi wako maubonakale ezicakeni zako : nobungcwalisa bako elusatsheni lwazo.

Mabuti ubuhle be-Nkosi engu-Tixo wetu



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

bube pezu kwetu : uwuqinise umsebenzi wezandhla zetu pezu kwetu, kwa umsebenzi wezandhla zetu uwuqinise.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Kwoza kulandele Isilesesho esicatshulweyo encwadini ka-Paulusi yokuqala kuma-Korinte.*

1 Kuma-Korinte xv. 20.

KODWA kaloku u-Kristu uvukile kwabafileyo, waba lulibo lwabaleleyo. Ngokuba, njengokuba kweza ukufa ngomntu, kwangomntu kweza nokuvuka kwabafileyo. Ngokuba njengokuba besifa bonke ngo-Adame, kwanjalo bayakupiliswa bonke ngo-Kristu. Kodwa kuyakulandelana ngokufaneleyo : kuqala u-Kristu olulibo, emva kwoko bonke abangabaka-Kristu, ekufikeni kwake : ukuze kufike ukugqibela, akuba eselebunikele ubukumkani ku-Tixo ongu-Yise, akuba ebutshabalalisile bonke ubukosi, nalo lonke igunya, nawo onke amandhla. Ngokuba ufanel' ukuba nobukosi, ade azibeke pantsi kwenyawo zake zonke intshaba zake : notshaba lwokugqibela oluyakutshatyalaliswa lukukufa. Ngokuba ukubekile konke pantsi kwenyawo zake. Kodwa akuti, konke kubekiwe pantsi kwake, kusekuhleni ukuba akutshiwo ukuti upantsi kwake naye owazibeka zonke izinto pantsi kwake. Kwoti zakuba pantsi kwake into zonke, ati no-Nyana ngokwake abe ngapantsi kowazibeka



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

zonke izinto pantsi kwake, ukuze u-Tixo abe konke kuko konke. Bebeyakuti nina ababatizeshelweyo abafileyo, ukuba abafileyo abayikuvuka? kunganina ukuba babatizeshelwe abafileyo? kungenxa yanina esimi emgcipekweni ngamaxesha onke? ndiyanqina uvuyo lwenu endinalo ku-Kristu Yesu i-Nkosi yetu, ukuba ndiyabuba imihla ngemihla. Ukuba bendite ngokwabantu ndalwa nama*r*amncwa e-Efese, kungandinceda ntonina, ukuba abafileyo abavuki? masidhle sisele, ngokuba sibuba ngomso. Maningakohliswa: ubukolwane obukohlakeleyo buyasonakalisa isimilo esilungileyo. Vukelani ebulungiseni, ningoni; ngokuba abanye abamazi u-Tixo: oku ndiyakuteta kube zinkloni kuni. Kuko ongati, Abafileyo bayavuswa njanina? bayabuya ngomzimba otenina? Sidengendini, oko ukuhlwayelayo akuvuki engekaboli. Noko ukuhlwayelayo, akuhlwayeli umzimba oyakubako, yimbewu yodwa, ingayeyenqolowa, ingalulunye uhlobo lwembewu: kodwa ngu-Tixo oyinikayo umzimba, kuzo zonke inklobo zembewu eyazo imizimba ngokwentando yake. Yonke inyama asiluhlobo lunye; kodwa kuko uhlobo lwenyama eyeyabantu, olunye olwenyamakazi, nolunye olwenklanzi, nolunye olwentaka. Kuko imizimba yasezulwini, kuko nemizimba yasemhlabeni: kodwa ubungcwalisa obeyasezulwini bubodwa, nobeyasemhlabeni bubodwa. Kuko ubungcwalisa belanga, nobunye ubungcwalisa benyanga, nobunye ubungcwalisa benkwenkwezi, ngokuba enye inkwenkwezi yahlukile kwenye ngobungcwalisa. Kukwanjalo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ke ukuvuka kwabafileyo: umzimba uyahlwayelwa ekuboleni, uvuswe ekungabolini: uyahlwayelwa ekudelweni, uvuswe ebungcwaliseni: uyahlwayelwa ebutatakeni, uvuswe emandhleni: uyahlwayelwa ungumzimba wobuntu, uvuswe ungumzimba womoya. Kuko umzimba wobuntu, kuko nomzimba womoya. Kubaliwe ngokutiwa, Umntu wokuqala u-Adame ebengumpefumlo opilileyo, owokugqibela obengu-Adame ebengumoya opilisayo. Kodwa owomoya ebengenguye owokuqala, bekuqalwe ngowobuntu, kwalandeliswa owomoya. Umntu wokuqala ebengowasemhlabeni, elutuli; owesibini uyi-Nkosi yasezulwini. Njengowasemhlabeni, banjalo abasemhlabeni: nanjengowasezulwini, banjalo abangabasezulwini. Njengokuba besihleli ngomfanekiso wowasemhlabeni, sobuya sihlale ngomfanekiso wowasezulwini. Oku ndiyakunixelela ke, bazalwane, okokuba inyama negazi azinakubamkela ubukumkani buka-Tixo, nokubolayo akunakungena ekungabolini. Ndiyanixelela imfihlakalo: Sonke asiyikulala, kuloko siyakuguqulwa sonke, ngexesha elifutshane, ngepanyazo leliso, ngexilongo lokugqibela, (ngokuba ixilongo liyakuhlokoma, bati abafileyo bavuswe bengenakubola, siti tina siguqulwe.) Ngokuba okukubola kuyakwambata okungaboliyo, nokububayo kwambate okungenakububa. Ukuze kuti, kwakuti okubolayo kwambate okungaboliyo, nokububayo kwambate okungenakububa, kwenziwe obekubaliwe kusitiwa, Ukufa kuginyiwe elwoyiseni. Wena kufa, lupina ulwavila lwako? nawe ngcwaba,



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kupina ukweyisa kwako? Ulwavila lwokufa lusisono, namandhla esono angumteto: ngako oko masimbulele u-Tixo osinika ulwoyiso ngayo i-Nkosi yetu u-Yesu Kristu. Ngako oko bazalwane bam abatandiweyo, yibani niqinile, ningenakushukunyiswa, niwusebenza ngamaxesha onke umsebenzi we-Nkosi, nisazi ukuba umzamo wenu asingongendawo e-Nkosini.

¶ *Nxa kuzakufakwa idhlaka engcwabeni kuyakutiwa,*

UMNTU ozelwe ngumfazi, imihla yobomi bake mifutshane, uzele lusizi. Uyavela, abe selenqanyulwa njengembali, emke njengesitunzi, angez' ahlale ndaweninye.

Pakati kwobomi sesisekufeni: singafuna kubanina uncedo ngapandhle kwako, Nkosi, osiqumbeleyo ngokufanelwe zizono zetu?

Kodwa, Nkosi Tixo ongcwele, Nkosi enamandhla onke, Msindisi ongcwele olufefe lupezu konke, zungasilahleli ebuhlungwini bokufa okungunapakade.

Uyazazi, Nkosi, imfihlakalo zenkliziyo zetu; zungazivingceli emitandazweni yetu indhlebe zobubele bako; kodwa sinyamezele, Nkosi engcwele, Tixo onamandhla onke, Msindisi ongcwele onofefe olukulu, wena Mgwebi ongunapakade, zungasivumi ukuba siti ngexesha letu elikugqibela ngenxa yenklungu zokufa sahlukane nawe.

¶ *Woza Umfundisi, kuposwa umhlaba engcwabeni ngabemi kona, ati,*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

NGENXA yokuba kukolekile ku-Tixo onamandhla onke ngofefe lwake olukulu ukuzitabatela umpefumlo womzalwane wetu otandiweyo ongaseko kuti, ngako oko siyawunikela umzimba wake emhlabeni; umhlaba kumhlaba, ututu elututwini, notuli elutulini; sinetemba eliqinileyo ngako ukuvukela ebomini obungunapakade ngayo i-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu; oyakuguqula umzimba wetu ongendawo uze ufane nomzimba wake ongcwele ngamandhla ake amakulu, ati ngawo abe nokuzoyisa into zonke zibe pantsi kwake.

¶ *Kwoza kutetwe umhlaimbi kuculwe kusitiwa,*

NDEVA ilizwi livela ezulwini lisiti kum, Bala ukuti, Banetamsanqa abafileyo befele e-Nkosini emva kwelixesha: Utsho u-Moya Oyingcwele; ngokuba bayapumla kuyo imizamo yabo.

¶ *Woza ati um-Priste,*

Nkosi, sipate ngofefe.
*Kristu, sipate ngofefe.*
Nkosi, sipate ngofefe.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umpriste.*

TIXO onamandhla onke, ekuhleli kuwe imimoya yabasishiyileyo e-Nkosini, eti nemipefumlo yabakoliweyo ngokwenyaniso, yakukululwa ebunzimeni benyama, ihlale kuwe ngovuyo naseluyolweni; Siyakubulela ngenkliziyo elulamileyo, ngenxa yokuba bekukolekile kuwe ukumkulula lomzalwane wetu kuzo imbandezelo zalomhlaba okohlakeleyo; sikutandaza, okokuba makukoleke kuwe ukuti ngofefe lwako olukulu, ukulizalisa kamsinya inani labaqashwa bako, nokungxamisa ukufika kwobukumkani bako; size siti tina, nabo bonke ababubileyo bekoliwe ngokwenyaniso Egameni lako elingcwele, sizuze ukucokiswa nokwonwatyiswa kwemizimba nemipefumlo yetu ebungcwaliseni bako obungunapakade; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

*Intandazwana.*

TIXO onofefe, ongu-Yise we-Nkosi yetu engu-Yesu Kristu, okukuvuka ekufeni, obubomi; ekuyakuti okolwayo kuwe abudhle ubomi noko abubayo; ati obudhlayo ubomi ekolwa kuwe angabubi kude kube ngunapakade; oti kanjalo wasifundisa ngom-Postile wako u-Paulusi, okokuba masingabalileli abalele e-Nkosini, njengabantu abangenatemba; Siyakutandaza ngokululamileyo, Bawo, okokuba mausivuse ekufeni kwesono, usingenise ebomini bobulungisa; size siti sakubushiya obubomi, sipumle kuwe, njengokuba netemba letu ngaye lomzalwane wetu likuwe; size siti eku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

vukeni kwabafileyo ngomhla wokugqibela sifunyanwe sifanele emehlweni ako, silamkele elotamsanqa eliyakutetwa ngu Nyana wako otandiweyo kubo bonke abakutandayo nabakwoyikayo, esiti, Yizani nina bantwana baka-Bawo abatamsanqelisiweyo, nibamkele ubukumkani enibulungiselweyo kwasekuqaleni kwomhlaba: Zusipe oku, siyakutandaza, Bawo onobubele, ngaye u-Yesu Kristu, ongu-Mteteleli no-Mkululi wetu. *Amen.*

UFEFE lwe-Nkosi yetu u-Yesu Kristu, notando luka-Tixo, nobukolwane bo-Moya Oyingcwele, mabuhlale kuti sonke, kude kube ngunapakade. *Amen.*

---

UKUBULELA KWABAFAZI

## EMVA KWOKUZALA KWABO.

¶ *Umfazi uyakuti ngexesha elitile emva kwokuzala kwake angene e-Kerikeni aguqe kona endaweni emisiweyo: woza um-Priste ati kuye,*

NGENXA yokuba bekukolekile ku-Tixo onamandhla onke ngobubele bake obukulu ukukugcina nokukulondoloza emgcipekweni omkulu wokuzala umntwana; ufanel' ukumbulela u-Tixo ngenkliziyo yako yonke, usiti,

(*Woza um-Priste atete Iculo* cxvi.)

NDIYAYITANDA i-Nkosi: ngokuba ilivile ilizwi lam nezikungo zam;
Nangokuba ibiyitobele kum indhlebe yayo:



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngako oko ndiyakubizela kuyo ngalo lonke ixesha endiyakuhlala ngalo emhlabeni.

Intsizi zokufa zandi*r*aula: nenklungu zesihogo zabambelela kum.

Ndafumana imbandezelo nosizi, ndaza ndabizela Egameni le-Nkosi : Nkosi, ndiyakukunga, zuwukulule umpefumlo wam.

I-Nkosi inobubele nobulungisa : u-Tixo wetu ungonota*r*u.

I-Nkosi iyabagcina abangenankohliso : ndandixakekile, yaza yandinceda ke.

Buyela ekupumleni kwako, mpefumlo wam : ngokuba i-Nkosi ikuvuzile ngobubele.

Ngokuba uwukulule umpefumlo wam ekufeni : amehlo am ezinyembezini, nenyawo zam ekuweni.

Ndiyakuhamba ebusweni be-Nkosi: emhlabeni wabahleliyo.

Bendikoliwe, ndaza ndateta; ngokuba bendibandezelwe kakubi : ndati ngobungxamo bam, Bonke abantu bangamaxoki.

I-Nkosi ndiyakuyipindezela nganina : ngenxa yazo zonke izibele zayo ebezingakum?

Ndiyakuyamkela indebe yosindiso : ndibizele Egameni le-Nkosi.

Ndiyakuzenza izifungo zam ebendizifungile e-Nkosini, kwa kaloku nje ebusweni babantu bayo bonke : emakusini endhlu ye-Nkosi, kwa pakati kwako, Yerusaleme. Yibongeni i-Nkosi.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele :

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umhlaimbi*, Iculo cxxvii.

UKUBA indhlu ayakiwa yi-Nkosi : umsebenzi wabayakayo ungongendawo.

Ukuba isixeko asigcinwa yi-Nkosi : umvarashi ufuman' ehleli epapamile.

Nifumana nivuka kwakusasa, nihlale kude kube sebusuku, nisidhle isonka sesitukutezi : ibenjenjalo ukupumza abatandwa bayo nje.

Abantwana balilifa elivela e-Nkosini : nesiqamo sesizalo singumvuzo wayo.

Njengezikali esandhleni sonamandhla : banjalo abantwana abatsha.

Unetamsanqa umntu ompongolo uzele ngabo : abayikudana bakuteta nentshaba zabo kwasemasangweni.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. Amen.

¶ *Woza ati um-Priste,*
Masitandaze.

Nkosi, sipate ngofefe.
*Kristu, sipate ngofefe.*
Nkosi, sipate ngofefe.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Zusisindise enkohlakalweni: Ngokuba ubukumkani bubobako, Namandhla engawako, Nobungcwalisa bubobako, Kude kube ngunapakade. Amen.

*Umfundisi.* Nkosi, msindise lomfazi osisicakakazi sako;

*Impendulo.* Otembela kuwe.

*Umfundisi.* Yiba yinqaba enamandhla kuye;

*Impendulo.* Ebusweni botshaba lwake.

*Umfundisi.* Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

*Impendulo.* Nesikalo setu masifikelele kuwe.

*Umfundisi.* Masitandaze.

TIXO onamandhla onke, siyakubulela ngokululamileyo ngenxa yokuba bekukolekile kuwe ukumgcina lomfazi osisicakakazi sako ebuhlungwini nasemgcipekweni wokuzala umntwana; Mawenze, siyakutandaza, Bawo olufefe lukulu, ukuba ati ngoncedo lwako, ahlale ngokolo, ahambe ngokwentando yako kobubomi obukoyo; abe ngumamkeli wobungcwalisa obungunapakade ebomini obuyakuza; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Umfazi oza kubulela ufanel' ukwenza umnikelo otile; ati ukuba kuyenziwa umtendeleko we-Nkosi, abe ngumamkeli wesosidhlo esingcwele.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# ISISHUMAYELO SENGQUMBO KA-TIXO,

## NEZIGWEBO ZAKE NGAKUBO ABONI,

Ndawonye nemitandazo etile, eyakutetwa ngomhla wokuqala we-Lente, nangamanye amaxesha ayakumiswa ngumfundisi omkulu.

---

¶ *Emva kwombedesho wakusasa, i-Litani isel' igqityiwe, um-Priste uyakuti,*

BAZALWANE, bekuko isiko elilungileyo e-Kerikeni yakudala, okokuba kuti ekuqaleni kwe-Lente, kwohlwaywe ekuhleni abobantu abebesaziwa ukuba bangaboni abakulu, ize imipefumlo yabo isindiswe ngemini ye-Nkosi; baze bati abanye, bekubona nje ukwohlwaywa kwabo, boyike ukwona.

Endaweni yelosiko ke, (elingake libuye livuswe) kufanel' ukuba kutiwe ngelixesha ebusweni benu nonke kushunyayelwe iziqalekiso zika-Tixo ngakubo aboni abangaguqukiyo, ezicatshuliweyo encwadini ye-Duteronomi kwisahluko samashumi amabini anesixenxe, nakwezinye indawo zezibalo ezingcwele; enifanel' ukuzipendula nizivume zonke ngazinye ngokuti, *Amen:* ukuze kuti, nakubona ukuba nkulu kwayo ingqumbo ka-Tixo ngakubo aboni, nipapame niguquke ngokwenyaniso; nihambe ngokuzigcina ngalemihla enengozi; nizisaba ezozono enizivumayo ngokwenu ngemilomo yenu, ukube zizifanele iziqalekiso zika-Tixo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

UQALEKISIWE odala umfanekiso ukuze awubedeshe.

¶ *Boza abantu bapendule ngokuti*, Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe otuka uyise nonina.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe oshenxisa umlimandhlela womelwane wake.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe opambukisa imfama endhleleni yayo.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe okohlisa ukugwetyelwa kowasemzini nenkedama nomhlolokazi.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe obulala umelwane wake ngasese.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe olala nomfazi womelwane wake.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe oziqashisayo ukuba ambulale ongenatyala.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Uqalekisiwe olibekayo emntwini itemba lake, alukangele ebantwini uncedo lwake, ati ngenkliziyo yake emke e-Nkosini.

*Impendulo*. Amen.

*Umfundisi*. Baqalekisiwe abangenabubele, abapimisi, naba*r*exezi, nabanqwenel' impahla zabanye abantu, nababedeshi bezitixo, abahlebi, namanxila, nabapangi.

*Impendulo*. Amen.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umfundisi.*

SIBONA nje ukuba baqalekisiwe bonke abalahlekanayo bapambuke nemiteto ka-Tixo (njengokuba esinqinela nomprofite u-Davide); masibuyele e-Nkosini engu-Tixo wetu ngenkliziyo egqobokileyo nelulamileyo, (siyikumbula imigwebo eyoyikekayo ehlal' ilengalenga pezu kwenkloko zetu); sikulilela ukuhlala kwetu ngokukohlakeleyo okugqitileyo, sizivuma sizixela iziposo zetu, silinga ukuvelisa izixakato ezifanele uguquko. Ngokuba kaloku izembe selibekiwe ezingcanjeni zemiti, ukuze iti yonke imiti engavelisiyo izixakato ezilungileyo igaulwe iposelwe emlilweni. Kuyinto eyoyikekayo ukuwela ezandhleni zo-Tixo ohleliyo: uyakugalela anise imigibe nomlilo, izicoto noqwitela, pezu kwaboni; oku kuyakuba sisabelwa sabo ukusela. Ngokuba i-Nkosi ipumile endaweni yayo ukuza kuyohlwaya inkohlakalo yabahleli emhlabeni. Ngubanina ongayinyamezelayo imini yokufika kwayo? Ngubanina ongemayo yakubonakala? Omnyazi wayo wokwela usesandhleni sayo, yaiyakucokisa isibaya sayo, iyibutele inqolowa esiseleni sayo; iwutshise umququ ngomlilo ongacimekiyo. Imini ye-Nkosi iyeza njengesela ebusuku: kwoti kwakutiwa, Lixolile, into zonke zonwabile, kwand' ukufika ukutshabala ngokwalama pezu kwabo, njengenimba pezu kwomfazi omitiyo, bengayikuba nakusinda. Yoza ibonakale ingqumbo ka-Tixo ngemini yempindezelo ebangiweyo ngaboni abangevayo ngobulukuni benkliziyo zabo; abebekudela ukulunga, nokunyamezela, nokuqumba kade ku-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ka-Tixo, obehlala ebabizela ekuguqukeni. Babeyakubizela kum (itsho i-Nkosi) ndandingayikubapulapula; bebeyakundifuna kwakusasa, kanti abayikundifumana; ngenxa yokuba bebetiya ukwazi, abalwamkela ulwoyiko lwe-Nkosi, bawadela amacebo am nokubohlwaya kwam. Laliyakuba seligqitile ixesha lokuqongqota lakuba luvaliwe ucango; ligqitile nexesha lokutaruzisa lakufika ixesha lokugwetywa. Hayi ukwoyikeka kwelizwi lo-Mgwebi olungileyo, eliyakutetwa pezu kwabo, kwakutiwa kubo, Sukani nina baqalekisiweyo, niye emlilweni ongunapakade olungiselweyo u-Satane nezitunywa zake. Ngako oko, bazalwane, masizilumkele liseko ixesha losindiso; ngokuba ubusuku buyeza, ekungeko mntu ongasebenza ngabo. Masiti kuseko ukukanya sikolwe kukukanya, sihambe ngokwabantwana bokukanya; size singalahlelwa ebumnyameni bangapandhle, apo kuko ukulila nokuqaqazela kwamazinyo. Masingabudeli ububele buka-Tixo, osibizayo ngokuti masiguquke, esitembisa ngofefe lwake nangosizi lwake olukulu, okokuba uyakusixolela konke okugqitileyo, ukuba siyabuyela kuye ngokwenyaniso nangenkliziyo engenankohliso. Ngokuba nakuba izono zetu zibomvu ziyakuba mhlope njengengqele; nakuba zimnyama, ziyakuba mhlope njengoboya. Guqukani (itsho i-Nkosi) kuyo inkohlakalo yenu, naningayikutshatyaliswa sisono senu: kulahleni konke ukwona enikwenzileyo: zenzeleni inkliziyo ezintsha nomoya omtsha: ningxamele nganina ukububa, nina ndhlu ka-Sirayeli, nikubona nje



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ukuba andikutandi ukufa kwobubayo, itsho i-Nkosi engu-Tixo? Guqukani ngoko, naniyakusinda. Ngokuba nangona sonile, sinaye u-Mteteleli oku-Yise, ongu-Yesu Kristu olungileyo; nguye osisizi sezono zetu. Ngokuba wayelinyaziwe ngenxa yezono zetu, wabetwa ngenxa yezikohlakalo zetu. Masiti ngoko sibuyele kuye, oti ngofefe lwake abamkele bonke aboni abaguqukayo ngokwenyaniso, sisazi ukuba ungxamel' ukusixolela asamkele, sakuza kuye siguqukile ngokwenyaniso; sakuzilulamela kuye siti emva kwoku sihambe ezindhleleni zake; siyivuma iyokwe yake ongenzima nomtwalo wake olula, simlandele ngolulamo, ngonyamezelo, nangotando, sipatwe ngu-Moya wake Oyingcwele; sifuna udumo lwake, simkonza ngokubulela emisebenzini yetu: Ukuba siyakwenza oku, u-Kristu uyakusikulula kuso isiqalekiso somteto, nakuwo umgwebo owoyikekayo oyakubahlela abahleli esandhleni sake sokohlo; waeyakusibeka tina ngasekunene kwake, asinike isitamsanqeliso sika-Yise, sokuti masingene ebungcwaliseni bobukumkani bake: Wanga angasingenisa kona tina sonke ngenxa yofefe lwake olungapeliyo. Amen.

¶ *Boza baguqe bonke, kuti um-Priste eguqa (endaweni apo kufuda kutetelwa kona i-Litani) kutetwe eliculo.*

Iculo li.

YIBA nofefe kum, Tixo, ngokufanelwe bububele bako: nangenxa yobuninzi benceba zako zicime zigqito zam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Ndihlambe kunene enkohlakalweni yam : undihlambulule esonweni sam.

Ngokuba ndiyavuma izigqito zam : nesono sam sihleli sipambi kwam.

Kungakuwe wedwa endonileyo, nalenkohlakalo ndiyenzile emehlweni ako : uze ube ngolungileyo ekuteteni kwako, ube ngcwele ekugwebeni kwako.

Bendizalelwe enkohlakalweni : nomà wandimitela esonweni.

Kodwa wena ungxamel' inyaniso empakatweni : wauyakundazisa ubulumko emfihlakalweni.

Ndihlambulule ngehisope, ndandiyakuba ngcwele : ndihlambe, ndandiyakugqitisa nengqele ngokuba mhlope.

Ndivise uvuyo nomgcobo : aze avuye amatambo owatyumzileyo.

Maufihle ubuso bako ezonweni zam : uzicime zonke izikohlakalo zam.

Ndenzele inkliziyo engcwele, Tixo : uhlaziye umoya olungileyo pakati kwam.

Zungandilahli ebusweni bako : ungamsusi no-Moya wako Oyingcwele kum.

Lubuyisele kum uvuyo lwenkululo yako : undixase ngo-Moya wesisa sako.

Ndandiyakubafundisa abakohlakeleyo indhlela zako : naboni bayakuguqukela kuwe.

Ndikulule etyaleni legazi, Tixo, wena ongu-Tixo wenkululo yam : lwaluyakuti ulwimi lwam lucule ngobulungisa bako.

Wuvule umlomo wam, Nkosi : wauyakushumayela udumo lwako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Akunqweneli idini, ngendikulenzela : akulitandi idini elitshisiweyo.

Amadini ka-Tixo angumoya ogqobokileyo : inkliziyo egqobokileyo nenosizi akuyikuyidela, Tixo.

Yiba nobubele uyincede i-Ziyone : zake nendonga ze-Yerusaleme.

Wauyakukoliswa ngamadini obulungisa, nangamadini atshisiweyo neminikelo : baze banikele nenkabi elatareni yako.

Udumiso malubeko kuye u-Yise, nakuye u-Nyana : nakuye u-Moya Oyingcwele ;

Njengokuba bekunjalo ekuqaleni, kunjalo nakaloku, kwakuyakuhlala kunjalo : kude kube ngunapakade. *Amen.*

Nkosi, sipate ngofefe.
*Kristu, sipate ngofefe.*
Nkosi, sipate ngofefe.

BAWO wetu osezulwini, Malipatwe ngobungcwele Igama lako. Ubukumkani bako mabufike. Intando yako mayenziwe emhlabeni, Njengokuba isenziwa ezulwini. Mausipe namhlanje isonka setu semihla ngemihla. Usixolele izono zetu, Njengokuba nati sibaxolela abasonayo. Ungasingenisi ekuhendweni ; Zusisindise enkohlakalweni. Amen.

*Umfundisi.* Nkosi, zisindise izicaka zako ;
*Impendulo.* Ezitembela kuwe.
*Umfundisi.* Zitumele uncedo oluvela ngapezulu.
*Impendulo.* Uzilondoloze kude kube ngunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

*Umfundisi.* Sincede, Tixo Msindisi wetu.

*Impendulo.* Usisindise ngenxa yobungcwalisa begama lako; sipate ngofefe tina boni, ngenxa yegama lako.

*Umfundisi.* Nkosi, wupulapule umtandazo wetu.

*Impendulo.* Nesikalo setu masifikelele kuwe.

*Umfundisi.* Masitandaze.

NKOSI, siyakutandaza ukuba mauti ngofefe lwako uyipulapule imitandazo yetu, ubanyamezele bonke abazixelayo kuwe izono zabo; baze bati abalivayo ityala labo ngenxa yezono abazenzileyo, bakululwe kulo ngotar*u* noxolelo lwako; ngaye u-Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

TIXO onamandhla onke, Bawo onobubele, onosizi pezu kwabantu bonke, ongatiyiyo nanye into oyenzileyo; ongakuvumiyo ukufa kwomoni, utand' ukuba aguquke esonweni sake, asindiswe; Zusixolele ngofefe izono zetu; samkele usitutuzele esilusizi sapukile ngokuzitwala izono zetu. Ungohlala unofefe; inguwe wedwa oxolel' izono. Sinyamezele, Nkosi elungileyo, banyamezele abantu bako obatengileyo ngegazi lako; zungangeni ekugwebeni ngakuzo izicaka zako, ezingumhlaba ongendawo, ezingaboni abalusizi; kodwa zuwusonge umsindo wako kuti, esibuvumayo ngokululamileyo ubungendawo betu, siguquka ngokwenyaniso kuzo zonke iziposo zetu, wenjenjalo ukusinceda kwelilizwe elikoyo, size



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sihlale nawe kude kube ngunapakade ezweni eliyakuza; ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. *Amen.*

¶ *Boza bawutete lomtandazo olandelayo emva kwomfundisi, besiti,*

SIGUQULE, wena Nkosi elungileyo, sasiyakuguqulwa. Yiba nofefe, Nkosi, Yiba nofefe ebantwini bako, Abaguqukela kuwe ngokulila, ngokuzila, nangokutandaza. Ngokuba wena ungu-Tixo onobubele, Uzele lusizi, Uqumba kade, unobubele obukulu. Uyasinyamezela nxa sifanel' ukwohlwaywa, Uti pakati kwengqumbo yako ungalibali ukuba notaru. Banyamezele abantu bako, Nkosi elungileyo, banyamezele abantu bako, Malingadaniswa ilifa lako. Sipulapule, Nkosi, ngokuba ufefe lwako lukulu, Usikangele ngenxa yobuninzi bezibele zako; Ngazo imfanelo nokusitetelela kwo-Nyana wako odunyisiweyo, Ongu-Yesu Kristu i-Nkosi yetu. Amen.

¶ *Woza Umfundisi atete yedwa, esiti,*

INKOSI maisitamsanqelise, isigcine; i-Nkosi maipakamise ukukanya kwobuso bayo pezu kwetu, isipe uxolo, kaloku nakude kube ngunapakade. *Amen.*



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

# Amaculo ka-Dabide.

1st

UMHLA WOKUQALA.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO I.

UNETAMSANQA umntu ongahambiyo eqingeni labangalungileyo, nasendhleleni yaboni akemi : nasesihlalweni sabagxeki akahlali.

2 Kodwa intando yake isemtetweni we-Nkosi : ecinga umteto wayo emini nasebusuku.

3 Uyakuba njengomti otyelwe ngasemilanjeni yamanzi, ovelisa isiqamo sawo ngexesha lawo : aliyikubuna negqabi lake, nento zonke azenzayo zolunga.

4 Abangalungileyo abanjalo : banjengomququ bona opetshetwayo ngomoya.

5 Ngako oko abangalungileyo abayikuba nakuma ekugwebeni : naboni abayikuma emhlambini wabalungileyo.

6 Ngokuba i-Nkosi iyayazi indhlela yabalungileyo : kanti indhlela yabangalungileyo iyakutshabalala.

### ICULO II.

IZIZWE zomhlaba zijalele nina kangaka : nabantu bacinga okungendawo ?

2 Okumkani bomhlaba bavukile, nabakulu



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bayacebana ndawonye : ngakuyo i-Nkosi, na-
ngakuye u-Mtanjiswa wayo.
3 Masizapule izibambo zabo : sizilahle kuti
nezinxibo zabo.
4 Ohleliyo ezulwini uyakubahleka : i-Nkosi
iyakubadela.
5 Yoz' itete kubo ngengqumbo yayo : iba-
kataze ngomsindo wayo.
6 Kodwa ukumkani wam ndimmisile e-Zi-
yone : pezu kwentaba yam engcwele.
7 Ndiyakuwushumayela umteto, i-Nkosi ite
kum : Wena ungu-Nyana wam, ndikuzele
namhla.
8 Cela kum, ndandiyakukunika izizwe zo-
mhlaba zibe lilifa lako : nencam zomhlaba
zibe yimfuyo yako.
9 Uyakuzapula ngentonga yesincete : uzi-
qekeze njengesitya sombumbi.
10 Yenzani ngobulumko kaloku, bokumka-
ni : yalekani, nina bagwebi bomhlaba.
11 Yikonzeni i-Nkosi ngokwoyika : nivuye
ngokungcangcazela.
12 Mangeni u-Nyana, hleze aqumbe, nitsha-
balale endhleleni : wakuvuta umsindo wake,
nokuba kuncinane, banetamsanqa bonke aba-
tembela kuye.

ICULO III.

NKOSI, bate nina ukwanda kangaka ababa-
ndezeli bam : baninzi abavukelene nam.
2 Baninzi abati ngompefumlo wam : akana-
luncedo ku-Tixo wake.
3 Kodwa wena, Nkosi, ulikaka lam : uludu-
mo lwam, nompakamisi wenkloko yam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Ndabizela e-Nkosini ngelizwi lam : yandiva entabeni yobungcwele bayo.
5 Ndalala pantsi ndev' ubutongo : ndabuya ndavuka, ngokuba i-Nkosi ibindigcinile.
6 Andiyikwoyika namawaka alishumi labantu : abandingqongayo bezimisele ngakum.
7 Vuka, Nkosi, undincede, Tixo wam : ngokuba uzibete esidhleleni zonke intshaba zam ; wawapula namazinyo abangalungileyo.
8 Usindiso lolwe-Nkosi : netamsanqa lako lipezu kwabantu bako.

ICULO IV.

MAUNDIVE ndakubiza, Tixo wobulungisa bam : wandikulula embandezelweni ; ndipate ngofefe, uwupulapule umtandazo wam.
2 Nina bonyana babantu, kwoda kube ninina nidanisa ubungcwalisa bam : nitanda okungendawo, nifuna ubuxoki ?
3 Kwazini noku, okokuba i-Nkosi izahlulele olungileyo : i-Nkosi iyakundiva ndakubizela kuyo.
4 Yoyikani ningoni : tetani nenkliziyo yenu elukukweni lwenu, niti cwaka.
5 Yenzani iminikelo yobulungisa : nitembele e-Nkosini.
6 Baninzi abati : Ngubanina oyakusibonisa ukulunga ?
7 Nkosi, bonakalisa pezu kwetu : ukukanya kwobuso bako.
8 Uyivuyisile inkliziyo yam : ngapezu kwokwexesha lokwanda kwenqolowa neveyine yabo.
9 Ndolala pantsi ngoxolo, ndipumle : ngo-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kuba nguwe wedwa Nkosi, ondihlalisayo ngokugcinekileyo.

ICULO V.

WAPULAPULE amazwi am, Nkosi : ugqale izicingo zam.

2 Pulapula ilizwi lokubiza kwam, Kumkani wam, Tixo wam : ngokuba umtandazo wam ndiyakuwenzela kuwe.

3 Ilizwi lam uyakuliva kusasa, Nkosi : kwakusasa ndiyakuwubekisela kuwe umtandazo wam, ndikangele pezulu.

4 Ngokuba ungu-Tixo ongayitandiyo inkohlakalo : kungeko kohlakeleyo oyakuma pambi kwako.

5 Abagezayo abayikuma ebusweni bako : ngokuba uyabatiya bonke abenz' inkohlakalo.

6 Uyakubatshabalalisa abatet' ubuxoki : i-Nkosi iyakubazonda abangabegazi nenkohliso.

7 Kodwa mina ndiyakungena endhlwini yako ngobuninzi bezibele zako : nditi ekwoyikeni wena nditobele ngasetempileni yako engcwele.

8 Ndihambise ebulungiseni bako, Nkosi, ngenxa yabazintshaba zam : lungisa indhlela yako ebusweni bam.

9 Ngokuba kungeko nyaniso emlonyeni wabo : umbilini wabo uyinkohlakalo kanye.

10 Umqala wabo ulingcwaba elivulekileyo : bayakohlisa ngolwimi lwabo.

11 Bacite, Tixo ; mabatshatyalaliswe zizicingo zabo : bagxote ngenxa yobuninzi bezigqito zabo, ngokuba bevukelene nawe.

12 Kodwa mabahlale bevuya bonke abate-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbela kuwe : mabadanduluke ngovuyo, ngokuba ubakusele ; mabati nabatand' igama lako bavuye ngawe.
13 Ngokuba wena, Nkosi, uyakumtamsanqelisa olungileyo : uyakumkusela ngobubele bako njengekaka.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO VI.

NKOSI, zunganditetisi emsindweni wako : ungandohlwayi ngengqumbo yako.
2 Nkosi, ndipate ngofefe, ngokuba ndingenamandhla : Nkosi, ndipilise, ngokuba amatambo am akatazekile.
3 Nompefumlo wam ukatazekile kakulu : kwoda kube ninina, Nkosi ?
4 Buya, Nkosi, kulula umpefumlo wam : ndisindise ngenxa yobubele bako.
5 Ngokuba ekufeni kungek' okukumbulayo : ngubanina oyakukudumisa engcwabeni ?
6 Ndidiniwe kukugula kwam, bonk' ubusuku ndiyaluhlamba ukuko lwam : ndiwenze manzi umandhlalo wam ngenyembezi zam.
7 Iliso lam selonakele lusizi : liyalupala ngenxa yazo zonke intshaba zam.
8 Mkani kum, nonke nina benzi benkohlakalo : ngokuba i-Nkosi elivile ilizwi lokulila kwam.
9 INkosi ikuvile ukukunga kwam : i-Nkosi iyakuwamkela umtandazo wam.
10 Zonke intshaba zam ziyakudaniswa, zoyikiswe : zibuyiswe ngomva, zidaniswe.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ICULO VII.

NKOSI, Tixo wam, nditembele kuwe : ndi-
londoloze kubo bonke abandizingayo, undi-
sindise ;
2 Hleze awurazule umpefumlo wam njenge-
ngonyama, awuqwenge : kungeko oncedayo.
3 Nkosi Tixo wam, ukuba ndikwenzile oku :
nokuba kuko inkohlakalo ezandhleni zam ;
4 Ukuba ndike ndampindezela ngobubi obe-
xolene nam : ndibe ndimsindisa obefumene
walutshaba lwam ;
5 Maluti utshaba lwam luwuzinge umpefu-
mlo wam, luwoyise : malubunyatele ubomi
bam pantsi emhlabeni, luti ubungcwalisa bam
lubulalise elutulini.
6 Vuka, Nkosi, ngengqumbo yako, uzipaka-
mise ngenxa yomsindo wentshaba zam : ndi-
vukele ekugwebeni obekumisiwe nguwe.
7 Soza isihlwele sabantu sikungqonge : zipa-
kamise kanjako ngenxa yabo.
8 INkosi iyakugweba abantu ; ndigwebele,
Nkosi : ngenxa yobulungisa bam, nangenxa
yobumhlope benkliziyo yam.
9 Mayipele inkohlakalo yaboni : kodwa zu-
bomeleze abalungileyo.
10 Ngokuba u-Tixo olungileyo : ngolinga
izintso nenkliziyo.
11 Uncedo lwam luvela ku-Tixo : ogcin' aba-
nkliziyo ziyinyaniso.
12 U-Tixo ngogwebel' abalungileyo : u-Tixo
ngoqunjiswayo imihla yonke.
13 Ukuba umntu akaguquki, uyakuyilola
incula yake : usigobile isapeta sake, wasilungisa.


Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Kanjalo umlungisele izixobo zokubulala:
uzibekise ngakubabandezeli intolo zake.
15 Kangela uzuze ngenkohlakalo : wamita
ububi, wazala ubuxoki.
16 Wenza isihogo, wasimba : weyele esiho-
gweni owasenzel' abanye.
17 Ububi bake buyakubuyela pezu kwe-
nkloko yake : nenkohlakalo yake yohlela elu-
kakayini lwake.
18 Ndoyibulela i-Nkosi ngenxa yobulungisa
bayo : ndilibonge igama le-Nkosi epezu konke.

ICULO VIII.

YEHOVA Nkosi yetu, hayi ubungcwalisa
be-Gama lako emhlabeni wonke : wena
olubekileyo pezu kwezulu udumo lwako.
2 Kwasemlonyeni wentsana nabanyayo umi-
sile amandhla ngenxa yentshaba zako : ukuze
upezise utshaba nopindezelayo.
3 Ndindakukangela izulu lako, umsebenzi
weminwe yako : inyanga nenkwenkwezi ozimi-
sileyo ;
4 Uyinina umntu, lento umkumbulayo : no-
nyana womntu, lento umtukutezelelayo ?
5 Umenzile abe ngapantsi kancinane kuzo
ingelosi : umpahlile ngodumo nangobungcwa-
lisa.
6 Umpatisile ubukosi pezu kwemisebenzi
yezandhla zako : zonk' izinto uzibekile pantsi
kwenyawo zake ;
7 Igusha nenkabi zonke : kwa nezilo zase-
ndhle ;
8 Intaka zezulu, nenklanzi zolwandhle : ne-
nto zonke ezidhlulayo ezindhleleni zolwandhle.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

9 Yehova Nkosi yetu : hayi ubungcwalisa be-Gama lako emhlabeni wonke !

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO IX.

NDIYAKUKUBULELA, Nkosi, ngenkliziyo yam yonke : ndoyishumayela yonke imimangaliso yako.

2 Ndovuya ndigcobe ngawe : ndolibonga Igama lako, Wena opezu konke.

3 Zakubuyiswa intshaba zam : ziyakuwa zitshabalale ebusweni bako.

4 Ngokuba undigwebele, wandilungisa : wauhleli esihlalweni sobukumkani ugweba ngokulungileyo.

5 Uzohlwayile izizwe, utshabalalisile abakohlakeleyo : ulicimile igama labo kude kube ngunapakade.

6 Lutshabandini, ukutshabalala kupelile : uyitshabalalisile imizi yalo, isikumbuzo sayo sitshabalele ndawonye nayo.

7 Kodwa i-Nkosi iyakuhlala kude kube ngunapakade : isimisele umgwebo isihlalo sayo sobukumkani.

8 Iyakuwugweba umhlaba ngobulungisa : yenze umgwebo ebantwini ngokulungileyo.

9 INkosi iyakuba yindawo yokupepela kubabandezelweyo : ibe likaka ngexesha lobunzima.

10 Abalaziyo Igama lako bayakutembela kuwe : ngokuba wena, Nkosi, akuzanga ubalahle abakufunayo.

11 Yibongeni i-Nkosi ehleli e-Ziyone : shumayelani ebantwini izenzo zayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

12 Yakubuza igazi iyabakumbula : ingasili-
bali isikalo samahlwempu.
13 Ndipate ngofefe, Nkosi; bugqale ubu-
nzima endibuvayo ngenxa yabandizondayo :
wena ondipakamisayo emasangweni okufa.
14 Ndize ndilushumayele lwonke udumo
lwako emasangweni entombi ka-Ziyone : ndi-
vuye ngosindiso lwako.
15 Izizwe zeyele esihogweni ebezisenzile :
unyawo lwazo lubanjisiwe emgibeni obeziwu-
fihlile.
16 INkosi iyaziwa ukuba iyenza umgwebo :
okohlakeleyo ubanjisiwe ngumsebenzi weza-
ndhla zake.
17 Abakohlakeleyo bobuyiselwa esihogweni :
nazo zonke izizwe ezimlibalayo u-Tixo.
18 Ngokuba abangamahlwempu abayiku
hlala belityelwe : itemba lamahlwempu aliyi-
kutshabalala kude kube ngunapakade.
19 Vuka, Nkosi, umntu makangeyisi : aba-
heyideni mabagwetywe ebusweni bako.
20 Boyikise, Nkosi : zize zazi izizwe ukuba
zingabantu.

ICULO X.

KUNGANINA ukuba umi kude kangaka,
Nkosi : kunganina ukuba uzifihlile ngexe-
sha lobunzima?
2 Abakohlakeleyo bayawazinga amahlwe-
mpu ngeratshi labo : mababanjwe ngamaqinga
abawaqingileyo.
3 Ngokuba okohlakeleyo eqayisa ngenka-
nuko zenkliziyo yake : ebonga obadhl' abanye
odelwe ngu-Tixo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Okohlakeleyo une*r*atshi elingaka, lokuba angamkatalele u-Tixo : no-Tixo akako kuzo zonke izicingo zake.

5 Indhlela zake zinobubi ngamaxesha onke : izigwebo zako zikude kuye : uyazidela intshaba zake zonke.

6 Ute enkliziyweni yake, andiyikushukunyiswa : ngokuba ndingasayikuza ndibe nelishwa.

7 Umlomo wake uzele kukutuka, nayinkohliso, nabubuxoki : pantsi kwolwimi lwake kuko inkatazo nokungendawo.

8 Uhleli ezindaweni zokulalela zasemizini : uyambulala ongenatyala ezindaweni zangasese ; amehlo ake akangela amahlwempu ngobubi.

9 Uyalalela ngasese, njengengonyama emngxunyeni wayo : elalela ukupanga amahlwempu.

10 Uyalipanga ihlwempu : akuli*r*olela elutanjeni lwake.

11 Uyazitoba, azigobe : aze amahlwempu awe ngamandhla enkosana zake.

12 Ute enkliziyweni yake, u-Tixo ulibele : ubufihlile ubuso bake, akasayikuz' abone.

13 Vuka, Nkosi Tixo, pakamisa isandhla sako : ungawalibali amahlwempu.

14 Yinina ukuba okohlakeleyo amdele u-Tixo : ute enkliziyweni yake akuyikukubuza.

15 Ukubonile wena : ngokuba uyagqala inkatazo nobunzima ;

16 Ukuze upindezele ngesandhla sako : ihlwempu liyazilahlela kuwe, ungumncedi wenkedama.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

17 Yapule ingalo yokohlakeleyo : mayibuzwe
inkohlakalo yake, ide ingabisafunyanwa.
18 INkosi ingukumkani kude kube nguna-
pakade : abaheyideni batshabalele emhlabeni
wayo.
19 Uyivile, Nkosi, inkanuko yabalulamileyo :
uyakuyomeleza inkliziyo yabo, uyakuyivisa
indhlebe yako ;
20 Ukuze ugwebele inkedama nobandeze-
lweyo : aze umntu womhlaba angabisabande-
zela.

ICULO XI.

ITEMBA lam lise-Nkosini : nitinina ukuti
kumpefumlo wam, mausabele entabeni nje-
ngentaka ?
2 Ngokuba abakohlakeleyo bayasigoba isa-
peta sabo, bazilungise intolo zabo entanjeni :
ukuze bamtole ngasese onkliziyo elungileyo.
3 Ukuba zitshatyalalisiwe izisekelo : olungi-
leyo uyakutinina ?
4 INkosi isetempileni yayo engcwele : isi-
hlalo se-Nkosi sobukumkani sisezulwini.
5 Amehlo ayo ayagqala : inkope zayo ziya-
balinga onyana babantu.
6 INkosi iyamlinga olungileyo : kodwa iya-
wutiya umpefumlo wokohlakeleyo notanda
ubudhlwengu.
7 Iyakunisa pezu kwabakohlakeleyo imigibe,
nomlilo, nesufure, noqwitela oloyikekayo : esi
siyakuba sisabelwa sabo sokusela.
8 Ngokuba i-Nkosi elungileyo itand' ubulu-
ngisa : ubuso bayo bukangela olungileyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

ICULO XII.

NCEDA, Nkosi, abalungileyo bayapela : abe-
nyaniso bayancipeka pakati kwonyana ba-
bantu.
2 Bayateta okungendawo bonke nabamc-
lwane babo : bayateta ngemilomo yenkohliso
nangenkliziyo mbini.
3 INkosi iyakutshabalalisa yonke imilomo
yenkohliso : nolwimi oluteta ngeratshi.
4 Abate, Siyakweyisa ngolwimi lwetu : u-
mlomo wetu ungowetu nje, ngubanina oyi-
nkosi pezu kwetu ?
5 Ngenxa yokubandezelwa kwolihlwempu :
nangenxa yokugula kwosweleyo,
6 Ndiyakuvuka, itsho i-Nkosi : ndimlondo-
loze kwabamtiyayo.
7 Amazwi e-Nkosi ngamazwi angcwele : anje-
ngesilivere elingiweyo esinyibilikisweni so-
mhlaba, necokisiweyo kasixenxe.
8 Uyakubagcina wena, Nkosi : uyakubalo-
ndoloza kwesisizukulwana kude kube nguna-
pakade.
9 Abakohlakeleyo bayahamba ngamacala
onke : bakupakanyiswa abanobungcwangu pe-
zu kwabanye.

ICULO XIII.

WOHLALA undilibele kude kube ninina,
Nkosi, kwoda kube ngunapakade na :
wondifihlela ubuso bako kude kube ninina ?



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Kwoda kuba ninina ndicebana nompefumlo wam, ndinosizi enkliziyweni yam imihla ngemihla : kwoda kube ninina zindoyisa intshaba zam ?

3 Kangela, undipulapule, Nkosi Tixo wam : kanyisa amehlo am, hleze ndilale ubutongo bokufa.

4 Hleze luti utshaba lwam, Ndimeyisile : baze abandikatazayo bavuyiswe ndakuwa.

5 Kodwa nditembele elufefeni lwako : nenkliziyo yam iyavuyiswa lusindiso lwako.

6 Ndoculela e-Nkosini : ngokuba ibindipete ngobubele.

ICULO XIV.

ISIDENGE site enkliziyweni yaso : Akuko Tixo.

2 Bonakele, benze okucapukisayo : akuko owenz' okulungileyo, namnye.

3 INkosi yabakangela onyana babantu isezulwini : ukubona ukuba kuk' oqondayo na, nomfunayo u-Tixo.

4 Bapambukile bonke, bayacapukisa bonke : akuk' owenz' okulungileyo, namnye.

5 Bonke abenzi benkohlakalo abanakwazi na : besidhla abantu bam, njengokungati badhl' isonka, bengabizeli e-Nkosini ?

6 Bebesoyika ngokwoyika kon' apo : ngokuba u-Tixo esesizukulwaneni sabalungileyo.

7 Nilidelile icebo lehlwempu : ngokuba i-Nkosi iyinqaba yalo.

8 Alwaba lwaseluvelile e-Ziyone usindiso lwo-Sirayeli ! nxa i-Nkosi iyakubuyisa ukuti-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

njwa kwabantu bayo: uyakuvuya u-Yakobi, agcobe u-Sirayeli.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO XV.

NKOSI, ngubanina oyakuhlala ententeni yako: nasentabeni yobungcwele bako?

2 Ohambayo ngokulungileyo: nowenza ngobulungisa, notetayo inyaniso ngenkliziyo yake.

3 Ongahlebiyo ngolwimi lwake, nongenzi okubi kumlingane wake: nongamtyoli umelwane wake.

4 Okohlakeleyo uba nokudelwa emehlweni ake: kuloko ebadumisa abayoyikayo i-Nkosi.

5 Oti akufunga, angaguquki: nokuba uyazona ngokwake.

6 Ongayiboleki imali yake ngokudhl' abantu: angawamkeli nomvuzo ngakuye ongenatyala.

7 Owenz' ezizinto: akayikuz' ashukunyiswe.

### ICULO XVI.

NDILONDOLOZE, Tixo: ngokuba nditembele kuwe.

2 Mpefumlo wam, ute e-Nkosini: Ungu-Tixo wam, ukulunga kwam akufikeleli kuwe.

3 Kodwa kuyafikelela kubangcwele abasemhlabeni: nakubadumileyo, ekukubo konke ukunyamekela kwam.

4 Ziyakwandiswa inkatazo zabo: abafuna otixo bambi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

5 Iminikelo yabo yegazi andiyikuyenza: namagama abo andiyikuwamkela emlonyeni wam.

6 INkosi isisabelo selifa lam, nesendebe yam: uyakundigcinela isabelwa sam.

7 Intambo zokulinganisa zindiwele ezindaweni ezilungileyo: lalihle nelifa lam.

8 Ndoyidumisa i-Nkosi endinika icebo: nezintso zam ziyandiqondisa ngamaxesha asebusuku.

9 INkosi ndihlala ndiyimisile pambi kwobuso bam: ingasekunene kwami nje, andisayikushukunyiswa.

10 Ngako oko inkliziyo yam yavuya, nobungcwalisa bam buyagcoba: nenyama yam iyakulala ngetemba.

11 Ngokuba ungayikuwushiya umpefumlo wam enklalweni yabafileyo: ungavumi nokuba Oyingcwele wako eve ukubola.

12 Uyakundazisa indhlela yobomi; ukuzaliseka kwovuyo kusebusweni bako: nezigcobo ezingunapakade zingasekunene kwako.

## ICULO XVII.

PULAPULA inyaniso, Nkosi, ukuve ukumemeza kwam: wunikele indhlebe umtandazo wam, ongapumiyo emlonyeni wenkohliso.

2 Umgwebo wam mawupume kuwe: amehlo ako makabone okulungileyo.

3 Undilingile inkliziyo yam, undifunile ebusuku; undilingile, akuyikufumana nto: ndiziqinisile ukuba umlomo wam awuyikugqita.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Ngenxa yemisebenzi yabantu ndizigcinile
ezindhleleni zobudhlwengu : ngalo ilizwi lo-
mlomo wako.
5 Kugcine ukuhamba kwam ezindhleleni
zako : zize inyawo zam zingatyibiliki.
6 Ndibizele kuwe, Tixo, ngokuba uyaku-
ndiva : yitobele kum indhlebe yako, upulapule
iziteto zam.
7 Zububonakalise ububele bako obunguma-
ngaliso, wena obasindisayo abatembela kuwe :
nobahlangulayo kwabavukelene nesandhla sa-
ko sokunene.
8 Ndigcine njengokozo lweliso : ndifihle
pantsi kwesitunzi samapiko ako,
9 Kubo abakohlakeleyo abandikatazayo :
nakuzo intshaba zompefumlo wam ezindi*r*au-
layo.
10 Bavingcelwe kukutyeba kwabo : nomlo-
mo wabo utet' i*r*atshi.
11 Basi*r*aule ekuhambeni kwetu : amehlo
abo bawabekisele emhlabeni ;
12 Njengonyama engxamel' ukuqwenga :
nanjengetole lengonyama lihleli ezindaweni
ezisiteleyo.
13 Vuka, Nkosi, umdanise, umwise pantsi :
wusindise umpefumlo wam kokohlakeleyo,
oli*r*ele lako ;
14 Kubo abantu abasisandhla sako, Nkosi,
kubo abantu bomhlaba : abalifa lisekudhliwe-
ni kwobubomi, nabasisu usihlutisayo nge-
ndyebo yako efihlakeleyo.
15 Banabantwana ngentando yabo : isisalela
selifa labo basishiyela intsana zabo.
16 Kodwa mina ndiyakububona ubuso bako



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ebulungiseni : nditi ndakuvuka ngomfanekiselo wako, ndikolwe nguwo.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XVIII.

NDIYAKUKUTANDA, Nkosi, mandhla am; i-Nkosi ililiwa lam, nenqaba yam : u-Msindisi wam, u-Tixo wam, namandhla am, endiyakutemba yena, ikaka lam, nopondo lwenkululeko yam, nenqaba yam epakamileyo.

2 Ndiyakubizela e-Nkosini, efanel' ukudunyiswa : ndize ndisinde ezintshabeni zam.

3 Inklungu zokufa zandingqonga : nemisinga yabakohlakeleyo zandoyikisa.

4 Intsizi zengcwaba zandi*r*aula : nemigibe yokufa yanditintela.

5 Ndati ebunzimeni bam ndabizela e-Nkosini : ndamemeza ku-Tixo wam.

6 Waliva ilizwi lam etempileni yake : nokumemeza kwam kweza ebusweni bake, kwasezindhlebeni zake.

7 Waza umhlaba wazamazama, wangcangcazela : izisekelo zentaba zashukuma, zazanyazanyiswa, ngokuba ebequmbile.

8 Kwanyuka umsi ezimpumlweni zake : nomlilo odhlayo emlonyeni wake, kwada kwatshiswa namalahle nguwo.

9 Wawagoba amazulu, wehla : kwamnyama pantsi kwenyawo zake.

10 Wakwela pezu kwekerubime, wapapazela : wapapazela ngamapiko omoya.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

11 Ubumnyama buyimfihlakalo yake : isihlalo sake sazinzulu ezimnyama, namafu abungqingwa asesibakabakeni.

12 Ngobungcwalisa bobuso bake kwadhlula amafu ake : izicoto, namalahle omlilo.

13 INkosi yaduduma ezulwini, Opezu konke wakupa ilizwi lake : izicoto, namalahle omlilo.

14 Wakupa intolo zake, wabacita : watuma nemibane, wabatshabalalisa.

15 Kwandul' ukubonakala imitombo yamanzi, zabonakala nezisekelo zomhlaba, ngokwohlwaya kwako, Nkosi : ngokuquta kwomoya wempumlo zako.

16 Wanditumela pezulu, wanditabata : wandikupa emanzini amakulu.

17 Wandisindisa elutshabeni lwam olunamandhla, nakubo abandizondayo : ngokuba bayandeyisa ngamandhla.

18 Banditintela ngemini yengozi yam : koko i-Nkosi ibingumxasi wam.

19 Yandisa endaweni ebanzi : yandikulula, ngokuba ibikolwa ndim.

20 INkosi indivuzile ngokufanelwe bubulungisa bam : yandibuyekezela ngokufanelwe bubumhlope bezandhla zam.

21 Ngokuba ndizigcinile indhlela ye-Nkosi : ndingamshiyanga u-Tixo wam, njengokohlakeleyo.

22 Ngokuba yonke imiteto yake ipambi kwam : ndingazilahlanga iziyalelo zake kum.

23 Bendilungile pambi kwake : ndayilahla inkohlakalo yam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

24 Ngako oko i-Nkosi iyakundivuza ngokufanelwe bubulungisa bam : nangokufanelwe bubumhlope bezandhla zam pambi kwayo.

25 Uyakuba nobubele konobubele : wenze ngokulungileyo kolungileyo.

26 Uyakuba nobungcwele konobungcwele : ube gwenxa konobugwenxa.

27 Ngokuba uyakubakulula abantu abasembandezelweni : uwatobe amehlo abane*r*atshi.

28 Uyakusilumeza isibane sam : i-Nkosi engu-Tixo wam iyakubukanyisa ubumnyama bam.

29 Ngokuba ngawe ndityobozile emkosini : ngaye u-Tixo wam ndilutsibile nodonga.

30 Indhlela ka-Tixo ikolisekile : ilizwi le-Nkosi licocekile; ulikaka kubo bonke abatembela kuye.

31 Ngokuba ngubanina ongu-Tixo ngapandhle kwe-Nkosi yetu : ngubanina oyinqaba ngapandhle kwo-Tixo wetu ?

32 Ngu-Tixo ondibinqayo ngamandhla : nolungisayo indhlela yam.

33 Uyazenza inyawo zam zibe njengezamabadi : uyandibeka endaweni epakamileyo.

34 Izandhla zam uyazifundisa ukulwa : zide ingalo zam zisapule nesapeta sentsimbi.

35 Undipile ikaka lenkululo yako : isandhla sako sokunene sindipakamisile, nobubele bako bundenze mkulu.

36 Uzenze banzi indawo zam zokunyatela : zaza azatyibilika inyawo zam.

37 Ndaziputuma intshaba zam, ndazifumana : andabuya, zada zatshatyalaliswa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

38 Ndizihlabile, zada zakohlwa ukuvuka : zawa pantsi kwenyawo zam.
39 Ngokuba undibinqile ngamandhla ekulweni : ubeyisile abebevukelene nam.
40 Wandinika umhlana wentshaba zam : ndize ndibatshabalalise abanditiyayo.
41 Bakala kungek' osindisayo : kwase-Nkosini, ingabapendulanga.
42 Ndaza ndabati sa, njengotuli emoyeni : ndabalahla njengenkunkuma ezitrateni.
43 Undisindisile ekuqingeni kwabantu : undimisile ndibe yinkloko yezizwe.
44 Ndiyakukonzwa sisizwe : endingasazanga.
45 Bayakuti, bakundiva, bandilulamele : abangabasemzini bayakundikohlisa.
46 Abasemzini bayakwonakala : boyike endaweni yabo yokuzimela.
47 INkosi ihleli, mayibongwe inqaba yam : makadunyiswe u-Tixo olusindiso lwam.
48 Ngu-Tixo ondenzel' impindezelo : nondeyiselayo abantu pantsi kwam.
49 Ungondisindisayo ezintshabeni zam, nondipakamisayo ngapezu kwabavukelana nam : undisindise kokohlakeleyo.
50 Ngako ndobulela kuwe, Nkosi, pakati kwezizwe : ndibonge igama lako.
51 Ukumkani wake uyamtamsanqelisa : enze ngofefe ku-Davide umtanjiswa wake, nakwinzalo yake kude kube ngunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

# UMBEDESHO WAKUSASA.

## ICULO XIX.

AMAZULU ayashumayela ubungcwalisa buka-Tixo : nesibakabaka siyabonakalisa umsebenzi wezandhla zake.

2 Imini iyashumayela kwimini : nobusuku buyazisa ukwazi kubusuku.

3 Kungeko nteto, kungeko mazwi : ilizwi lazo lelingenakuvakala.

4 Ilizwi lazo lipumele kuwo wonke umhlaba : neziteto zazo ekupeleni kwelizwe.

5 Kuzo umisele intente yelanga : elinjengomyeni epuma esililini sake ; livuya njenge*r*oti ukukaulezela indhlela yalo.

6 Ukupuma kwalo, livela ekupeleni kwezulu, ukuzekelela kwalo kungasezincameni zalo : kungeko nto efihlakeleyo ekubaleleni kwalo.

7 Umteto we-Nkosi ukolisekile, uguqula umpefumlo : isingqino se-Nkosi siqinisekile, silumkisa izidenge.

8 Iziyalo ze-Nkosi zilungile, zivuyisa inkliziyo : izigwebo ze-Nkosi zinyanisekile, zikanyisa amehlo.

9 Ulwoyiko lwe-Nkosi lumhlope, lungunapakade : izigwebo ze-Nkosi zinyanisekile, zilungile kanye.

10 Zinokunqweneleka pezu kwegolide, ewe napezu kwobuninzi begolide ecikizekileyo : zinokuyola pezu kwobusi napezu kwencinde yobusi.

11 Isicaka sako siyaziswa zizo : ekuzibambeni zona kuko umvuzo omkulu.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

12 Ngubanina ongaqonda iziposo zake : zundihlambulule nakwezifihlakeleyo.

13 Sinqande isicaka sako kwezeratshi, mazingabi nabukosi pezu kwam : kukona ndiyakuba ndilungile, ndibe msulwa kwisigqito esikulu.

14 Iziteto zomlomo wam, nezicingo zenkliziyo yam : mazitandeke ebusweni bako,

15 Wena, Nkosi yam : mandhla am, mkululi wam.

## ICULO XX.

YANGA i-Nkosi ingakuva ngemini yembandezelo : langa Igama lo-Tixo ka-Yakobi lingakulondoloza.

2 Akutumele uncedo luvela endaweni engcwele : akwomeleze ngamandhla avela e-Ziyone ;

3 Ayikumbule yonke iminikelo yako : alamkele nedini lako ;

4 Akunike ngokwenkliziyo yako : alizalisekise lonke icebo lako.

5 Siyakuvuya ngalo usindiswa lwako, siqayise ngegama lo-Tixo wetu : i-Nkosi maikwenzele zonke izicelo zako.

6 Kuloko ndiyazi ukuba i-Nkosi iyamsindisa u-Mtanjiswa wayo, iyakumva ezulwini lobungcwele bayo : ngamandhla osindiso esandhla sayo sokunene.

7 Abanye batemba inqwelo zokulwa, abanye batemba amahashe : kodwa tina solikumbula Igama le-Nkosi u-Tixo wetu.

8 Batotyiwe, bawile : kodwa tina sipakamile, simi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

9 Sindisa, Nkosi : ukumkani makasive mhla-
na sibizayo.

ICULO XXI.

UKUMKANI uyakuvuya ngamandhla ako,
Nkosi : uyakugcoba kakulu ngalo usindi-
swa lwako.
2 Umpile okukanukwa yinkliziyo yake : izi-
celo zomlomo wake akuzibandezanga.
3 Ngokuba uyamhambisa ngendyebo zobu-
bele : ubeke isitsaba segolide ecocekileyo pezu
kwenkloko yake.
4 Ebecela ubomi kuwe, wamnika ke : kwa
ubude bemihla kude kube ngunapakade.
5 Ubungcwalisa bake bukulu ngalo usindi-
swa lwako : ubekile ubukulu nodumo pezu
kwake.
6 Umpile amatamsanqa angapeliyo : wa-
mvuyisa kakulu ngobuso bako.
7 Ngokuba ukumkani utembele e-Nkosini :
ati ngofefe lw-Opezu konke angez' ashukunyi-
swe.
8 Zonke intshaba zako ziyakusifumana isa-
ndhla sako : nesokunene sako sobafumana
abakutiyayo.
9 Uyakubenza babe njengeziko ngexesha le-
ngqumbo yako : i-Nkosi iyakubaginya ngomsi-
ndo wayo, nomlilo uyakubadhla.
10 Isixakato sabo uyakusitshabalalisa emhla-
beni : nenzalo yabo pakati kwonyana baba-
ntu.
11 Ngokuba bebefun' ukwenza ngobubi nga-
kuwe : baqinga iqinga elikohlakeleyo, bako-
hliwe ukulenza.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

12 Ngako oko uyakubamisa babe yinto yokucanwa : wakulungisa intolo zako ngakubo.

13 Maupakanyiswe, Nkosi, ngamandhla ako : size sicule siwadumise amandhla ako.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XXII.

TIXO wam, Tixo wam, undishiyele nina : ukude kangaka elusindisweni lwam, nasemazwini okukala kwam?

2 Tixo wam, ndiyabiza emini, ungapulapuli : nasebusuku andinakuti cwaka.

3 Kodwa uhleli uyingcwele : Wena ludumiso lwakwa-Sirayeli.

4 Obawo betu batembela kuwe : batemba, wabakulula ke.

5 Babizela kuwe, basinda ke : batembela kuwe, abadaniswa ke.

6 Kuloko mina ndingumsundu, andinguye umntu : ndisisidelwa sabantu, nomlahlwa ebantwini.

7 Bonke abandibonayo bayandihleka : bayandingnongnozela, bahlunguzele inkloko, besiti,

8 Ebetembele e-Nkosini, ukuba iyakumsindisa : maimsindise, ekolwa yiyo nje.

9 Nguwe owandikupayo esizalweni : wabulitemba lam oko bendisemabeleni kamà.

10 Bendilahlelwe kuwe kwasekuzalweni kwam : ungu-Tixo wam kwasesiswini sikamà.

11 Zungabi kuke kum, ngokuba imbandezelo sezikufupi : kungeko oncedayo.

12 Inkunzi ezininzi zindi*r*aule : ezinamandhla zase-Bashane zindivingcele.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

13 Zandikamela ngemilomo yazo : njengengonyama ekonyayo neqwengayo.

14 Ndipalele njengamanzi, amatambo am onke a*r*unekile : inkliziyo yam injengomtwebeba, ukunyibilika kwayo pakati kwombilini wam.

15 Ukwomelela kwam kwomile njengomcepe : nolwimi lwam lunamatele emihlatini yam, unditobele elutulini lwokufa.

16 Ngokuba izinja zindi*r*aule : inklanganiso yabakohlakeleyo indivingcele.

17 Bazihlabile izandhla zam nenyawo zam ; ndingawabala onke amatambo am : bayandikangela, bendijonga.

18 Bayabelana ngezivato zam : nengubo yam bayenzela amaqashiso.

19 Kodwa zungabi kude kum, Nkosi : Mandhla am, kauleza uze kundisiza.

20 Wusindise umpefumlo wam e*r*eleni : nomtandwa wam emandhleni enja.

21 Ndisindise emlonyeni wengonyama : undisindise ezimpondweni zemikombe.

22 Ndoza ndilishumayele igama lako kubazalwane bam : ndikubonge pakati kwenklanganiso.

23 Nina eniyoyikayo i-Nkosi, yibongeni : yidumiseni nonke nina nzalo ka-Yakobi, niyoyike nonke nina nzalo ka-Sirayeli.

24 Ngokuba ingabudelanga ubuhlwempu behlwempu : ingabufihlanga ubuso bayo kulo ; yati, lakulilela kuyo, yaliva.

25 Ndiyakukudumisa enklanganisweni enkulu : ndowazalisa amadinga am ebusweni babamoyikayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

26 Abalulamileyo bayakudhla, bahlute :
abayifunayo bayakuyibonga i-Nkosi ; inkli-
ziyo yenu iyakuhlala kude kube ngunapa-
kade.
27 Zonke incam zomhlaba ziyakukumbula
zibuyele e-Nkosini : zonke inklanga zezizwe
zobedesha pambi kwako.
28 Ngokuba ubukumkani bubobe-Nkosi :
yiyo engumpati wezizwe.
29 Zonke izityebi zomhlaba : ziyakutya, zi-
bedeshe.
30 Bonke abehlela elutulini boguqa pambi
kwake : akuko ongapilis' umpefumlo wake.
31 Kwobako inzalo emkonzayo : iyakuba si-
sizukulwana se-Nkosi.
32 Boza bashumayele ubulungisa bake :
ebantwini abazakuzalwa, ukuba ukwenzile oku.

ICULO XXIII.

INKOSI ingumalusi wam : andiyikuswela luto.
2 Iyandilalisa emariweni aluhlaza : indika-
pele emanzini okwonwaba.
3 Iyawulungisa umpefumlo wam : indiko-
kele ezindhleleni zobulungisa ngenxa yegama
layo.
4 Nakuba ndihamba emfuleni wesitunzi so-
kufa, andiyikwoyika bubi : ngokuba unam
wena ; intonga yako nonsimelelo wako ziya-
ndonwabisa.
5 Uyandilungisela itafile ebusweni bentsha-
ba zam : uyayitambisa ngeoli inkloko yam,
indebe yam iyapalala.
6 Ngokwenyaniso ububele bako nofefe lwa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ko ziyakundilandela imihla yonke yokudhla kwam ubomi : ndandiyakuhlala endhlwini ye-Nkosi kude kube ngunapakade.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO XXIV.

UMHLABA ungowe-Nkosi, nako konke okukuwo : kwa nelizwe, nabahleli kulo.

2 Ngokuba iwusekele pezu kwelwandhle : yawuqinisela pezu kwemilambo.

3 Ngubanina oyakunyukela entabeni ye-Nkosi : ngubanina oyakuma endaweni yobungcwele bayo?

4 Ozandhla zimhlope, nonkliziyo ingcwele : ongawupakamiselanga umpefumlo wake kokungendawo, nongafunganga ngenkohliso.

5 Uyakulamkela itamsanqa e-Nkosini : nobulungisa ku-Tixo wosindiso lwake.

6 Esi sisizukulwana sabamfunayo : sabafuna ubuso bako, Tixo ka-Yakobi.

7 Pakamisani inkloko zenu, nina masango, nipakanyiswe, nina zingcango ezingunapakade : aze angene Ukumkani wobungcwalisa.

8 Ngubanina loKumkani wobungcwalisa : yi-Nkosi enamandhla nobukulu, yi-Nkosi enamandhla emfazweni.

9 Pakamisani inkloko zenu, nina masango, nipakanyiswe, nina zingcango ezingunapakade : aze angene Ukumkani wobungcwalisa.

10 Ngubanina loKumkani wobungcwalisa : yi-Nkosi yezihlwele, yiyo engu-Kumkani wobungcwalisa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ICULO XXV.

NDIYAWUPAKAMISELA kuwe, Nkosi, umpefumlo wam ; Tixo wam, nditembele kuwe : mandingadaniswa, intshaba zam mazingavuyi pezu kwam.

2 Makungabiko odaniswayo kwabakangela kuwe : makudaniswe abagqit' umteto kungeko tuba.

3 Nkosi, ndazise indhlela zako : undifundise amasiko ako.

4 Ndikokele enyanisweni yako, undifundise : ngokuba ungu-Tixo wosindiso lwam, ndikangele kuwe imini yonke.

5 Zikumbule, Nkosi, izibele zako nofefe lwako : ngokuba kukade zikoyo.

6 Zungazikumbuli izono zobutsha bam, nezigqito zam : ndikumbule ngofefe lwako, nangenxa yobubele bako, Nkosi.

7 INkosi inobubele, inobulungisa : ngako oko iyakubafundisa aboni endhleleni.

8 Iyakubakokela abalulamileyo ekugwetyweni : ibafundise abalulamileyo indhlela zayo.

9 Zonke indhlela ze-Nkosi zibububele ziyinyaniso : kubo ababamb' ucebano lwayo nezingqinelo zayo.

10 Yixolele inkohlakalo yam, Nkosi : ngenxa yegama lako, ngokuba inkulu.

11 Oyena oyoyikayo i-Nkosi nguwupina : iyakumfundisa endhleleni ayiqashayo.

12 Umpefumlo wake uyakuhlala ngoxolo : nomhlaba uyakuba lilifa lenzalo yake.

13 Icebo elifihlakeleyo le-Nkosi linabo abayoyikayo : yaiyakubazisa ucebano lwayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Amehlo am ahlal' ekangela e-Nkosini ; ngokuba iyakuzikulula inyawo zam elutanjeni.
15 Kangela kum, ube nofefe pezu kwam : ngokuba ndindedwa ndilihlwempu.
16 Inklungu zenkliziyo yam zandisiwe : ndikupe ezimbandezelweni zam.
17 Bubone ubunzima bam nosizi lwam : uzixolele zonke izono zam.
18 Zigqale intshaba zam, ukuba ninzi kwazo : ziyanditiya ngokutiya kwobudhlwengu.
19 Wugcine umpefumlo wam undikulule : mandingadaniswa, ngokuba nditembele kuwe.
20 Mandigcinwe bubulungisa nayinyaniso : ngokuba ndikangele kuwe.
21 Tixo, zumkulule u-Sirayeli : kuzo zonke imbandezelo zake.

## ICULO XXVI.

NDIGWEBELE Nkosi, ngokuba ndihambile enyanisweni yam : benditembele e-Nkosini, ngako oko andiyikuwa.
2 Ndilinge, Nkosi : uzicokise izintso zam nenkliziyo yam.
3 Ngokuba ububele bako bupambi kwamehlo am : ndihambile enyanisweni yako.
4 Andihlalanga nabangendawo : andiyikuqelana nabakohlisi.
5 Ndiyitiyile inklanganiso yabakohlakeleyo : andiyikuhlala nabangalungileyo.
6 Ndiyakuhlamba izandhla zam ngokungenatyala : ndize ndiye elatareni yako, Nkosi ;
7 Ndize ndishumayele ngelizwi lokubulela : ndiyixele yonke imimangaliso yako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Nkosi, ndiyitandile inklalo yendhlu yako : nendawo yokuhlala yobungcwalisa bako.

9 Ungawubuti umpefumlo wam ndawonye naboni : nobomi bam ndawonye nabantu begazi ;

10 Ekuko inkohlakalo ezandhleni zabo : nezokunene zabo zizele zizipo.

11 Kodwa mina ndiyakuhamba ngokungenatyala : ndisindise, ube nofefe kum.

12 Unyawo lwam lumi endaweni elungileyo : ndiyakuyidumisa i-Nkosi enklanganisweni.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XXVII.

INKOSI ikukukanya kwam, nosindiso lwam ; ndiyakwoyika banina : i-Nkosi ingamandhla obomi bam ; ndiyakwoyikiswa ngubanina ?

2 Bate abangalungileyo, kwa ababandezeli bam nentshaba zam, bakuza kudhla inyama yam : bakubeka, bawa.

3 Nakuba bendiyakuvingcelwa yimpi, inkliziyo yam ibingayikwoyika : nakuba bendiyakusukelwa yimfazwe, bendiyakutembela kuye.

4 Inye into endayicelayo e-Nkosini, endiyingxameleyo : yeyokuba ndihlale endhlwini ye-Nkosi yonk' imihla yokudhla kwam ubomi, ndize ndibubone ubuhle be-Nkosi, ndiye nasetempileni yayo.

5 Ngokuba iyakundifihla esikuselweni sayo ngexesha lembandezelo : iyakundifihla emfi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

hlekweni yentente yayo; indipakamise pezu
kwolwalwa.
6 Yaiyakupakamisa inkloko yam : pezu
kwentshaba zam ezindiraulayo.
7 Ndize ndinikele iminikelo yovuyo endhlwi-
ni yayo : ndocula, ndicule amaculo e-Nkosini.
8 Pulapula, Nkosi, ndakubiza ngelizwi lam :
yiba nofefe pezu kwam, undipendule.
9 Ute wakuti, Bufuneni ubuso bam : yati
inkliziyo yam, ndobufuna ubuso bako, Nkosi.
10 Zungandifihleli ubuso bako : zungasi-
gxoti isicaka sako ngengqumbo yako.
11 Ubungumncedi wam : zungandishiyi,
ungandilahli, Tixo wosindiso lwam.
12 Ndakulahlwa ngubawo nangumà : ndi-
yakucolwa nguwe, Nkosi.
13 Ndifundise indhlela yako, Nkosi : undiko-
kele endhleleni ebonakalayo ngenxa yentsha-
ba zam.
14 Zungandinikeli ezintshabeni zam : ngo-
kuba kuvukelene nam amangqina abuxoki,
kwanababapefumla ubudhlwengu.
15 Ngenditshabalele : ukuba bendingate-
mbeli ukububona ubulungisa buka-Tixo e-
mhlabeni wabahleliyo.
16 Kangela e-Nkosini : ukalipe, yaiyakuyo-
meleza inkliziyo yako; ndite kangela e-Nko-
sini.

ICULO XXVIII.

NDIYAKUBIZELA kuwe, Nkosi, mandhla
am : zungati cwaka kum; hleze nditi wa-
kuti cwaka, ndibe njengabehlel' esihogweni.
2 Lipulapule ilizwi lezikungo zam, ndaku-

Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bizela kuwe : ndakupakamisa izandhla zam ngasendaweni yako engcwele.

3 Zunganditshabalalisi ndawonye nabangalungileyo nabenzi benkohlakalo : abatetayo ngoxolo kubamelwane babo, kanti bububi obusenkliziyweni zabo.

4 Benzele ngokufanelwe zizenzo zabo : nangokulungel' ububi bemikwa yabo.

5 Banike okufanelwe ngumsebenzi wezandhla zabo : bapindezele ngoko bafanelwe kuko.

6 Ngenxa yokuba bengayiqondi ngenkliziyo yabo imisebenzi ye-Nkosi, nokusebenza kwezandhla zayo : iyakubacita, ingabaki.

7 Maidunyiswe i-Nkosi : ngokuba ilivile ilizwi lezikungo zam.

8 INkosi ingamandhla am nekaka lam ; inkliziyo yam ibitembele kuyo, ndancedwa ke : ngako oko inkliziyo yam yavuya kakulu, ndandiyakuyidumisa ngeculo lam.

9 INkosi ingamandhla am : ingamandhla osindiso o-Mtanjiswa wayo.

10 Basindise abantu bako, ulitamsanqelise ilifa lako : bapate ubapakamise kude kube ngunapakade.

## ICULO XXIX.

NIKELANI e-Nkosini, nina bonyana bosomandhla : nikelani e-Nkosini ubungcwalisa namandhla.

2 Nikelani e-Nkosini ubungcwalisa obufanelwe ligama layo : yikonzeni i-Nkosi ebuhleni bobungcwalisa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 Ilizwi le-Nkosi lipezu kwamanzi : bubu-
ngcwalisa buka-Tixo obudududumayo.
4 Ilizwi le-Nkosi lipezu kwamanzi amaninzi ;
ilizwi le-Nkosi linamandhla : ilizwi le-Nkosi
lizele bubungcwalisa.
5 Ilizwi le-Nkosi liyayapula imitomboti : i-
Nkosi iyayapula imitomboti yase-Lebanone.
6 Iyazidhlobisa njengetole : kwa i-Lebanone
ne-Siriyone njengetole lomkombe.
7 Ilizwi le-Nkosi liyahlula amalangatye
omlilo ; ilizwi le-Nkosi liyayingcangcazelisa
inklango : i-Nkosi iyayingcangcazelisa inkla-
ngo yase-Kadeshe.
8 Ilizwi le-Nkosi liyazenza inyamakazi ziza-
le ; liyawahluba amahlati : etempileni yayo
bonke bayateta ngobungcwalisa bayo.
9 INkosi ihleli pezu kwomsinga wamanzi : i-
Nkosi ihleli ingukumkani kude kube nguna-
pakade.
10 INkosi iyakubanika abantu bayo ama-
ndhla : i-Nkosi iyakubatamsanqelisa abantu
bayo ngoxolo.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO XXX.

NDIYAKUKUDUMISA, Nkosi, ngokuba
undipakamisile : ungazivuyisanga intsha-
ba zam pezu kwam.
2 Nkosi Tixo wam, bendililela kuwe : waza
wandipilisa ke.
3 Nkosi, upakamisile umpefumlo wam
engcwabeni : undigcinile ndihleli, ndize ndi-
ngehleli esihogweni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Culani e-Nkosini, nina bangcwele bayo : nibulele nakukumbula ubungcwalisa bayo.

5 Ngokuba ingqumbo yayo imfutshane njengokupanyaza kweliso, nentando yayo ikukudhliwa kwobomi : kungabako ukulila ebusuku, kodwa kuza uvuyo kwakusa.

6 Ndati ndakuba netamsanqa, Andiyikuza ndishukunyiswe : ute, Nkosi, ngobubele bako wayiqinisa intaba yam ngamandhla.

7 Wabufihla ubuso bako : ndasendisotuswa ke.

8 Bendibizele kuwe, Nkosi : ndasenzela e-Nkosini isikungo sam.

9 Luncedo lwanina olusegazini lam : ndakweyela esihogweni ?

10 Utuli luyakukudumisa na : lushumayele inyaniso yako na ?

11 Pulapula, Nkosi, ube nofefe kum : Nkosi, yiba ngondincedayo.

12 Ukuguqule ukulila kwam kube luvuyo : undihlubule inklakanklaka yam, wandivatisa ngovuyo.

13 Woza umpefumlo wam ukudumise, ungati cwaka : Nkosi Tixo wam, ndiyakukubulela kude kube ngunapakade.

## ICULO XXXI.

NKOSI, nditembele kuwe, mandingezi ndidaniswe : ndisindise ngenxa yobulungisa bako.

2 Yitobele kum indhlebe yako : undikulule kamsinya.

3 Yiba lulwalwa lwam olunamandhla : nenqaba yam yokundisindisa.

4 Ngokuba uyinqaba yam nehlati lam :



Digitized by INTERNET ARCHIVE          Original from LIBRARY OF CONGRESS

zuti ngoko ngenxa yegama lako undikape
undikokele.
5 Ndikupe elutanjeni abandifihlele lona nga-
sese : ngokuba ungamandhla am wena.
6 Umoya wam ndiyawubekela esandhleni
sako : undisindisile, Nkosi Tixo wenyaniso.
7 Ndiyabatiya abatand' ubuxoki obungenda-
wo : koko nditembele e-Nkosini.
8 Ndiyakuvuya ndigcobe elufefeni lwako :
ngokuba ububonile ubunzima bam, wawazi
umpefumlo wam ezimbandezelweni.
9 Akundivingcelanga esandhleni sotshaba :
uzimisile inyawo zam endaweni ebanzi.
10 Yiba nofefe kum, Nkosi, ngokuba ndixa-
kekile : iliso lam lonakele lusizi, kwa nompe-
fumlo wam nomzimba wam.
11 Ngokuba ubomi bam balupele lusizi :
neminyaka yam kukugula.
12 Amandhla ayapela ngenxa yenkohlakalo
yam : amatambo am ayonakala.
13 Ndibe ndisisidelwa sentshaba zam naka-
kulu kwabamelwane bam : ndasisoyikiso kwa-
bo bandaziyo ; nabo abebendibona pandhle
basaba kum.
14 Ndilityelwe enkliziyweni njengofileyo :
ndinjengesitya esonakeleyo.
15 Ngokuba ndikuvile ukuhleba kwabani-
nzi : ukwoyika bekungamacala onke, bakuce-
bana ngam, baqinge ukundihluta ubomi bam.
16 Kodwa benditembele kuwe, Nkosi : nda-
ti, Ungu-Tixo wam wena.
17 Ixesha lam lisesandhleni sako : ndikulule
esandhleni sentshaba zam, nakubo abandizi-
ngayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

18 Bukanyise ubuso bako pezu kwesicaka
sako : ndisindise ngenxa yofefe lwako.
19 Mandingadaniswa, Nkosi, ngokuba ndi-
bizele kuwe : makudaniswe abangalungileyo,
mabati tu engcwabeni bona.
20 Mayivingcwe imilomo exokayo : eteta
ububi ngakubo abalungileyo nge*r*atshi nango-
kudela.
21 Hayi ukuba bukulu kwobubele bako obu-
bubekeleyo abakwoyikayo : nobubenzeleyo abo
batembela kuwe ebusweni bonyana babantu !
22 Uyakubafihla kulo i*r*atshi labantu enda-
weni enqabileyo yasebusweni bako : uyakuba-
gcina kuzo inkani zolwimi esikuselweni esi-
nqabileyo.
23 Maidunyiswe i-Nkosi : ngokuba indiboni-
sile ufefe lwayo olungumangaliso emzini oyi-
nqaba.
24 Ngokuba bendite ngobungxamo bam :
ndinqanyulwe emehlweni ako.
25 Kodwa waliva ilizwi lokubiza kwam :
ndakulilela kuwe.
26 Yitandeni i-Nkosi, nonke nina bangcwele
bayo : ngokuba i-Nkosi ibagcina abenyaniso,
ibapindezele ngokubafaneleyo abane*r*atshi.
27 Nyamezelani, yaiyakuzomeleza inkliziyo
zenu : nonke nina enitembela e-Nkosini.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XXXII.

UNETAMSANQA umntu onkohlakalo ixo-
lelweyo : nosono sicinyiweyo.
2 Unetamsanqa lowomntu eti i-Nkosi inga-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbaleli inkohlakalo : nomoya ongenayo inkohliso.
3 Kute ndakuti cwaka : amatambo am onakala ngokukala kwam imini yonke.
4 Ngokuba isandhla sako sinzima pezu kwam emini nasebusuku : ukunyakama kwam kwaguquka kwakukwoma kwehlobo.
5 Ndisivumile kuwe isono sam : nenkohlakalo yam andiyifihlanga.
6 Ndite ndiyakuzixela iziposo zam e-Nkosini : waza wayixolela inkohlakalo yezono zam.
7 Ngenxa yoku bokutandaza abalungileyo ngexesha ungafunyanwa ngalo : ngenyaniso imisingakazi yamanzi ayiyikusondela kubo.
8 Uyindawo yam yokuzimela, uyakundikupa ekuxakekeni : uyakundingqonga ngamaculo enkululo.
9 Ndokufundisa ndikwazise indhlela oyakuhamba ngayo : ndokukokela ngeliso lam.
10 Maningabi njengehashe nanjengondhlebende, ezingenangqondo : emilomo ifanel' ukubanjwa ngentsimbi nangomkala, hleze zisondele kuwe.
11 Kuyakubako inklungu ezininzi kokohlakeleyo : kodwa otembel' e-Nkosini, uyakupahlwa bububele yena.
12 Vuyani e-Nkosini nigcobe, nina balungileyo : nidanduluke ngovuyo, nonke nina eninenkliziyo elungileyo.

## ICULO XXXIII.

VUYELELANI e-Nkosini, nina balungileyo : ngokuba udumiso lubafanel' abalungileyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Yibongeni i-Nkosi ngohadi : nangogwali
ontambo zilishumi.
3 Yivumeleni iculo elitsha : betani ngobu-
ncibi ngenklokoma enkulu.
4 Ngokuba ilizwi le-Nkosi lilungile : zonke
izenzo zayo zezenyaniso.
5 Iyatanda ubulungisa nomgwebo : umhla-
ba uzele bububele be-Nkosi.
6 Lilizwi le-Nkosi eladala amazulu : naso
sonke isihlwele sawo senziwa ngomoya wo-
mlomo wayo.
7 Yawabutela ndawonye amanzi olwandhle
abe sisifumba : yazibeka inzulu esihlalweni
sendyebo yayo.
8 Umhlaba wonke mauwoyike i-Nkosi : na-
bo bonke abemi belizwe mabetuke ebusweni
bayo.
9 Ngokuba ibitetile, kwenziwa : yakupa ili-
zwi, kwaqiniseka ke.
10 INkosi iyalitshabalalisa icebo lezizwe :
iyawapula amaqinga abantu.
11 Icebo le-Nkosi lingunapakade : nezici-
ngo zenkliziyo yayo zimi ngezizukulwana
zonke.
12 Sinetamsanqa isizwe, esi-Tixo uyi-Nkosi :
nabantu abaqashwe yiyo babe lilifa layo.
13 INkosi iyakangela isezulwini, iyababona
bonke onyana babantu : kwasendaweni yoku-
hlala kwayo iyabakangela bonke abemi bo-
mhlaba.
14 Iyazidala zonke inkliziyo zabo : izigqale
nazo zonke izenzo zabo.
15 Akuko kumkani osinda ngobuninzi bo-
mkosi : iroti alisindiswa ngamandhla amakulu.


Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

16 Ihashe liyinto engendawo ekusindiseni : aliyikusindisa mntu ngamandhla alo amakulu.
17 Iliso le-Nkosi lingakubo abayoyikayo : nabatembel' elufefeni lwayo;
18 Ukuze iwusindise umpefumlo wabo ekufeni : ibagcine behleli ngexesha lendhlala.
19 Umpefumlo wetu uyilindela i-Nkosi : ingumncedi wetu nekaka letu.
20 Inkliziyo yetu iyakuvuya ngenxa yayo : ngokuba sitembele egameni layo elingcwele.
21 Ububele bako, Nkosi, mabube pezu kwetu : njengokuba sitembele kuwe.

## ICULO XXXIV.

NDOHLALA ndibulela e-Nkosini ngamaxesha onke : udumiso lwayo luyakuhlala lusemlonyeni wam.
2 Umpefumlo wam uyakuqayisela e-Nkosini : abalulamileyo bayakuva, bavuye.
3 Yibongeni i-Nkosi ndawonye nam : masilidumise kunye igama layo.
4 Ndite ndayifuna i-Nkosi, yandiva ke : yandikulula kuko konke ukwoyika kwam.
5 Bakangela kuyo, bakanyiswa : abadaniswa nobuso babo.
6 Elihlwempu ladanduluka, yati i-Nkosi yalipulapula : yalikulula kuzo zonke imbandezelo zalo.
7 Ingelosi ye-Nkosi iyabangqonga abayoyikayo : ibakulule.
8 Yivani nibone, okokuba i-Nkosi ilungile : unetamsanqa umntu otembela kuyo.
9 Yoyikeni i-Nkosi, nina bangcwele bayo : ngokuba bengasweli luto abayoyikayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

10 Ingonyama ziyaswela zilambe : kodwa abayifunayo i-Nkosi abayikuswela nto elungileyo.

11 Yizani lusapo, nipulapule kum : ndinifundise ulwoyiko lwe-Nkosi.

12 Ngubanina okanuk' ukudhl' ubomi : notand' imihla emininzi?

13 Lubambe ulwimi lwako enkohlakalweni : nomlomo wako ekuyiteteni inkohliso.

14 Kushiye okukohlakeleyo, wenze okulungileyo : lufune uxolo, uluputume ke.

15 Amehlo e-Nkosi angakubo abalungileyo : nendhlebe zayo zingakuko ukubiza kwabo.

16 Ubuso be-Nkosi bungakubo abenzi benkohlakalo : ukuze isikumbuzo sabo sinqanyulwe emhlabeni.

17 Abalungileyo bayabiza, ize i-Nkosi ibapulapule : ibakulule kuzo zonke imbandezelo zabo.

18 INkosi ikufupi kwabanenkliziyo egqobokileyo : ibasindise abamoya olusizi.

19 Inkatazo zolungileyo zininzi : koko i-Nkosi imkulula kuzo zonke.

20 Iyagcina amatambo ake onke : akuko nalinye elapulwayo.

21 Inkohlakalo iyakubabulala abakohlakeleyo : nabo abazond' abalungileyo bayakuba netyala.

22 INkosi iyayisindisa imipefumlo yezicaka zayo : akuko namnye oyakunikwa ityala kwatembela kuyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

# UMBEDESHO WAKUSASA.

## ICULO XXXV.

NDIPIKELE, Nkosi, nabapikisana nam : ndilwele nabalwayo nam.

2 Watabate amakaka : upakame ukuza kundinceda.

3 Yi*r*ole intshuntshe, ubatintele abandiputumayo : yiti kumpefumlo wam, ndilusindiso lwako.

4 Mabadaniswe bahlazeke abawuputumayo umpefumlo wam : mababuyiswe ngomva bapazanyiswe abaqingene ukundenzel' ububi.

5 Mababe njengotuli emoyeni : nengelosi ye-Nkosi maibacite.

6 Indhlela yabo maibe mnyama, ibe butelezi : iti ingelosi ye-Nkosi ibasukele.

7 Ngokuba bebendifihlele utambo lwabo esihogweni kungeko tuba : bawumbela umpefumlo wam ungenatyala.

8 Makahlelwe yintshabalalo ngokwalama, maluti utambo lwake lubambise kwa yena : aze eyele entshabalalisweni yake.

9 Woza umpefumlo wam uvuyele e-Nkosini : ugcobe ngenxa yenkululo yayo.

10 Onke amatambo am ayakuti, ngubanina onjengawe, Nkosi, olihlangulayo ihlwempu koloyisayo : kwa ihlwempu nosweleyo kobapangayo?

11 Bekuvuke amangqina abuxoki : andibuza into endingazaziyo.

12 Ati ubulungisa bam abupindezela ngobubi : kube kukupangwa kwompefumlo wam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

13 Kanti okwam, bakuba nesifo, ingubo
yam ibiyinklakanklaka, ndawutoba umpefu-
mlo wam ngokuzila : wati umtandazo wam
wabuyela kwasesifubeni sam.
14 Ndanga ngumhlobo wam nomzalwane
wam : ndazitoba, ndalila njengolilel' unina.
15 Balivuyela ilishwa lam, babutana : kwa-
butelana kwa nabagxeki ngakum ndingazi,
bandiqwenga bengayeki.
16 Kwati ndawonye nabakohlisi kwako na-
badeli : abanditshixizelayo ngamazinyo.
17 Nkosi, kwoda kube ninina ubonela ; wu-
sindise umpefumlo wam kulo ilishwa bande-
nzelayo lona, umsindise umtandwa wam ezi-
ngonyameni.
18 Ndoza ndikubulelele enklanganisweni
enkulu : ndikubonge pakati kwabantu aba-
ninzi.
19 Mazingati intshaba zam zindivuyelele
ngokungendawo : bangandipanyazeli ngamehlo
abanditiyayo kungeko tuba.
20 Ngokuba bengaluteti uxolo : baqinge
inkohliso ngakubo abalulamileyo emhlabeni.
21 Bandikamela ngemilomo yabo : besiti,
Heke, heke, iliso letu likubonile.
22 Ukubonile oku, Nkosi : zungati tu ke,
zungabi kude kum, Nkosi.
23 Pakama, uze kundigwebela : etyaleni lam,
Tixo wam, Nkosi yam.
24 Ndigwebele, Nkosi engu-Tixo wam, nge-
nxa yobulungisa bako : mabangandivuyeleli.
25 Mabangati ezinkliziyweni zabo, Tshotsho,
sifun' okunjalo : mabangati, Simginyile.
26 Mabadaniswe bahlazeke, abalivuyelela



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ilishwa lam : mabambatiswe ngodano nangehlazo, abaziqayiselayo ngakum.

27 Mabadanduluke ngovuyo bagcobe, abakolwa bubulungisa bam : mabahlale besiti, Maidunyiswe i-Nkosi, etand' ukubona itamsanqa lesicaka sayo.

28 Nolwimi lwam luyakuteta ngobulungisa bako : nangodumo lwako imini yonke.

ICULO XXXVI.

UKUGQITA kwokohlakeleyo kuti enkliziyweni yam : akuko ukwoyik' u-Tixo emehlweni ake.

2 Ngokuba ezibonga ngokwake : ide inkohlakalo yake ibonakale ukuba yinto etiyekileyo.

3 Amazwi omlomo wake ayinkohlakalo nenkohliso : akasenabo ubulumko nobulungisa.

4 Uqinga okungendawo elukukweni lwake. azimise endhleleni engalungileyo : engayizondi inkohlakalo.

5 Ufefe lwako, Nkosi, lusezulwini : nenyaniso yako isesibakabakeni.

6 Ubulungisa bako bunjengentaba ezinamandhla : izigwebo zako zinjengenzulu ezinkulu.

7 Ungogcin' abantu nenkomo, Nkosi ; hayi ukunqaba kwofefe lwako, Tixo : boda onyana babantu batembele esitunzini samapiko ako.

8 Bayakuhlutiswa kukutyeba kwendhlu yako : wauyakubaseza emlanjeni woyolo lwako.

9 Ngokuba umtombo wobomi ukuwe : soti ekukanyeni kwako sikubone ukukanya.

10 Wolula ububele bako kubakwaziyo : nobulungisa bako kubalungileyo enkliziyweni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

11 Unyawo lwe*r*atshi malungezi ngakum : nesandhla sakohlakeleyo masingandishukumisi.

12 Bawile kwalapo abenzi benkohlakalo : bakahlelwe pantsi, abayikubanako ukubasavuka.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XXXVII.

ZUNGABI nasitukutezi ngenxa yabakohlakeleyo : ungabi namona ngakubo abenzi bokungalungileyo.

2 Ngokuba behlalel' ukunqanyulwa njengengca : babune njengomfuno oluhlaza.

3 Tembela e-Nkosini, wenze okulungileyo : uze uwume umhlaba, wauyakudhliswa ngokwenyaniso.

4 Vuyela e-Nkosini : yaiyakukupa okungxanyelwe yinkliziyo yako.

5 Yishiyele e-Nkosini indhlela yako, utembele kuyo : yaiyakukulungisa konke.

6 Iyakububonakalisa ubulungisa bako njengokukanya : nokugwetyelwa kwako njengemini enkulu.

7 Yonwaba e-Nkosini, ulinde yona : ungabi nasitukutezi ngenxa yondhlela inendyebo, nangenxa yowafezayo amaqinga akohlakeleyo.

8 Yiyeke ingqumbo, uwulahle umsindo : ungabi nasitukutezi sokwenza inkohlakalo.

9 Ngokuba abenzi benkohlakalo beyakuncotulwa : kodwa abalindel' e-Nkosini bayakuwufuya umhlaba.

10 Kuselixesha elifutshane, wayengayikuba



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

sabiko okohlakeleyo : wauyakuyifuna indawo
yake, kanti akayikubako.
11 Kodwa abalulamileyo bayakuwufuya
umhlaba : bayole ebuninzini boxolo.
12 Okohlakeleyo uyaqinga ngakuye olungi-
leyo : amtshixizele ngamazinyo.
13 INkosi iyakumhleka : ngokuba ibona
ukuba imini yake iyeza.
14 Abakohlakeleyo baliʀolile iʀele, basigobile
isapeta sabo : baze bamwise olihlwempu no-
sweleyo, bababulale nabandhlela elungileyo.
15 Iʀele labo liyakubahlaba kwasezinklizi-
yweni zabo : nesapeta sabo siyakwapulwa.
16 Intwana encinane eyeyomntu olungi-
leyo : ibudhlule ubutyebi obuninzi bokohla-
keleyo.
17 Ngokuba ingalo zabakohlakeleyo ziya-
kwapulwa : kodwa i-Nkosi iyabagcina abalu-
ngileyo.
18 INkosi iyayazi imihla yabalungileyo :
nelifa labo liyakuhlala kude kube ngunapa-
kade.
19 Abayikudana ngexesha lobunzima : na-
ngexesha lendhlala bayakuhluta.
20 Kodwa abakohlakeleyo bayakutshabalala,
nentshaba ze-Nkosi ziyakutsha njengamanqata
emvana : zipele njengomsi.
21 Okohlakeleyo uyaboleka kwabanye, anga-
buyisi : kodwa olungileyo unofefe nesisa.
22 Abatamsanqelisiweyo ngu-Tixo bayaku-
wufuya umhlaba : kanti abaqalekisiweyo
nguye bayakunqanyulwa.
23 Amanyatela omntu olungileyo alungisiwe
yi-Nkosi : iyayitanda indhlela yake.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

24 Nokuba uyawa, akayikutshatyalaliswa kanye : ngokuba i-Nkosi iyambamba ngesandhla sayo.
25 Bendingomtsha, ngoku sendimdala : andizanga ndimbone olungileyo elahliwe, nenzalo yake iswele ukutya.
26 Olungileyo uhlal' enofefe, eboleka : inzalo yake inetamsanqa.
27 Yisabe inkohlakalo, wenze okulungileyo : uhlale kude kube ngunapakade.
28 Ngokuba i-Nkosi iyakutanda okulungileyo : ayibashiyi abangcwele bayo, bayagcinwa kude kube ngunapakade.
29 Abangalungileyo bayakwohlwaywa : nenzalo yabakohlakeleyo iyakucitwa.
30 Abalungileyo bayakuwufuya umhlaba : bahlale kuwo kude kube ngunapakade.
31 Umlomo wolungileyo ubuteta ubulumko : nolwimi lwake luxela umgwebo.
32 Umteto ka-Tixo wake usenkliziyweni yake : akayikutyibilika ekuhambeni kwake.
33 Okohlakeleyo uyamlalela olungileyo : ungxamel' ukumbulala.
34 INkosi ayiyikumyekelela esandhleni sake : ayiyikumgweba nxa agwetyiweyo.
35 Tembela e-Nkosini, ubambe indhlela yayo, yaiyakukupakamisa, uze uwufuye umhlaba : bakunqanyulwa abakohlakeleyo, uyakubonela.
36 Ndimbonile okohlakeleyo enobukosi : ehluma njengomti oluhlaza.
37 Ndadhlula, ndabona, engaseko : ndamfuna, akabinakufunyanwa.
38 Mgqale olungisayo, umqonde ongenatya-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

la : ngokuba isipelo somntu onjalo siluxolo.

39 Kodwa abakohlakeleyo bayakutshatyalaliswa kunye : isipelo saboni sikukunqanyulwa.

40 Usindiso lwabalungileyo luvela e-Nkosini : engamandhla abo ngexesha lobunzima.

41 INkosi iyakubanceda, ibakulule : iyakubakulula kubakohlakeleyo, ibasindise, ngokuba betembele kuyo.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO XXXVIII.

NKOSI, zunganditetisi ngengqumbo yako : ungandohlwayi ngomsindo wako oshushu.

2 Ngokuba intolo zako zindihlabile : nesandhla sako sinzima pezu kwam.

3 Akuko kupila enyameni yam ngenxa yomsindo wako : akuko luxolo ematanjeni am ngenxa yesono sam.

4 Ngokuba inkohlakalo zam zipezu kwenkloko yam : ziyandapula njengomtwalo onzima.

5 Izilonda zam ziyanuka zibolile : ngenxa yobudenge bam.

6 Ndinelishwa, nditotyiwe kakulu : sendihamba ndilila imini yonke.

7 Ngokuba isinqe sam sizele sisifo esibi : kungeko kupila enyameni yam.

8 Ndibulwelwe, ndapukile : ndide ndagqumа ngenxa yosizi lwenkliziyo yam.

9 Nkosi, konke ukunqwenela kwam kusebusweni bako : ukugula kwam ukuvile.

10 Inkliziyo yam iyabefuza, amandhla am



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

apelile : nokukanya kwamehlo am akuseko kum.
11 Abatandi bam nabahlobo bam babupepa ubunzima bam : nabazalwane bam bema kude.
12 Abebengxamel' ubomi bam banditiyela : nabo abebefun' ukundenzel' ububi bateta into ezikohlakeleyo, bacinga inkohliso imini yonke.
13 Bendinjengesitulu, andeva nto : nanjengesidenge esingawuvuliyo umlomo waso.
14 Ndandinjengomntu ongevayo : nokungeko sohlwayo emlonyeni wake.
15 Ngokuba, Nkosi, nditembele kuwe : nguwe oyakundipendulela, Nkosi Tixo wam.
16 Ngokuba bendite, Zundive, hleze bandivuyelele : lwakutyibilika unyawo lwam, bavuya kakulu ngam.
17 Ngokuba ndixakekile : nosizi lwam lusebusweni bam futi.
18 Ndiyakuyivuma inkohlakalo yam : ndibe nosizi ngenxa yesono sam.
19 Intshaba zam zihleli, zinamandhla : baninzi abanditiyayo kungeko ndawo.
20 Abandibuyisel' okulungileyo ngobubi bamelene nam : ngokuba ndilandela okulungileyo.
21 Zungandilahli, Nkosi : Tixo wam, ungabi kude kum.
22 Kauleza ukuza kundisiza : Nkosi yenkululo yam.

ICULO XXXIX.

NDITE, ndiyakuzilumkela indhlela zam : ndize ndingoni ngolwimi lwam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Umlomo wam ndiyakuwugcina ngomkala : nxa okohlakeleyo asebusweni bam.
3 Ndasidenge, andateta nto : ndati tu nakwokulungileyo ; kwabubuhlungu nosizi kum.
4 Inkliziyo yam yashushu pakati kwam, kwati ndisacinga kwavuta umlilo : ndaza ndateta ngolwimi lwam ;
5 Nkosi, ndazise isipelo sam, nenani lemihla yam ukuba lingakananina : ndize ndilazi ixesha ndisenalo.
6 Ngokuba imihla yam uyenze njengobubanzi besandhla : nobudala bam abuyonto pambi kwako ; ngenyaniso bonke abantu behleli nje bakokungendawo.
7 Ngokuba umntu uyahamba njengokungati usemfanekisweni, bafumana benexala ngokokungendawo : befumba indyebo, kanti abamazi oyakuzamkela.
8 Kaloku, Nkosi, itemba lam liyintonina : ngenyaniso itemba lam likuwe.
9 Ndikulule kuzo zonke izigqito zam : ungandenzi ndibe sisidelwa samageza.
10 Ndasidenge, andavula umlomo wam : ngokuba kube kusenzwa nguwe.
11 Sisuse isibeto sako kum : ndonakele bubunzima besandhla sako.
12 Wakuti ngenxa yenkohlakalo umohlwaye umntu ngokumtetisa, uyabenza ubuhle bake bonakale njengenundu isonakalisa ingubo : ngenyaniso bonke abantu bakokungendawo.
13 Wuve umtandazo wam, Nkosi, unike indhlebe ekubizeni kwam : zungati tu ezinyembezini zam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Ngokuba ndingowasemzini ndikuwe nje :
ndingumpambukeli njengobawo bonke.
15 Ndinyamezele, ndize ndizomeleze : ndi-
ngekemki apa, ndize ndingabisabiko.

## ICULO XL.

NDAHLALA ndiyilindela i-Nkosi : yazito-
bela kum, yeva ukukala kwam.
2 Yandikupa esihogweni esoyikekayo, nase-
ludongweni nodaka : yazimisa inyawo zam
elulwalweni, yakuqinisa nokuhamba kwam.
3 Yafaka iculo elitsha emlonyeni wam : kwa
udumiso kuye u-Tixo wetu.
4 Baninzi abayakubona, boyike : batembele
e-Nkosini.
5 Unetamsanqa olibekileyo itemba lake
e-Nkosini : angabakataleli abaneratshi, naba-
landel' ubuxoki.
6 Nkosi Tixo wam, mininzi imimangaliso
oyenzileyo, nezicingo zako ezingakuti : akuko
ongazibalayo ngokulungileyo pambi kwako.
7 Ziti, ndakulinga ukuteta ngazo : zindi-
kohle ngokungenakubalwa.
8 Ubungakolwa lidini nangomnikelo : kodwa
indhlebe zam uzivulile.
9 Amadini atshiswayo nawesono ubungawa-
bizanga : ndaza ndati, Nanku, ndisiza.
10 Emqulwini wencwadi kubaliwe ngam, lu-
vuyo lwam ukwenza intando yako, Tixo wam :
umteto wako usenkliziyweni yam.
11 Ndibushumayele ubulungisa bako enkla-
nganisweni enkulu : andiwuvingcanga umlomo
wam, uyazi nawe, Nkosi.
12 Andibufihlanga ubulungisa bako pakati



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

kwenkliziyo yam : ndiyishumayele inyaniso yako nenkululo yako.

13 Ububele bako nenyaniso yako andizifihlanga : enklanganisweni enkulu.

14 Zungalubambi kum ufefe lwako, Nkosi : mandihlale ndigcinwa bububele bako nayinyaniso yako.

15 Ngokuba ndingqongiwe zinkatazo ezingenakubalwa; inkohlakalo zam zindibambile ndide ndingabi nakukangela pezulu : zingapezu kwenwele zenkloko yam ngokuba ninzi, inkliziyo yam ipelile.

16 Zuvume ukundikulula, Nkosi : Nkosi, kauleza ukuza kundisiza.

17 Mabadaniswe bahlazeke kunye abafuna ukuwutshabalalisa umpefumlo wam : mababuyiswe ngomva bahlazeke abangxamel' ukundenzel' ububi.

18 Mabadelwe, kube ngumvuzo wehlazo labo : abati kum, Tshotsho, tshotsho.

19 Mabati bonke abakufunayo babe novuyo bagcobe ngawe : mabati abatand' inkululo yako bahlale besiti, Maidunyiswe i-Nkosi.

20 Ndilihlwempu ndingosweleyo : kodwa i-Nkosi indigcinile.

21 Uluncedo lwam nomkululi wam : zungalibali, Tixo wam.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XLI.

UNETAMSANQA lowo okumbul' amahlwempu : i-Nkosi iyakumkulula ngexesha lembandezelo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE

Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 INkosi iyakumgcina ahlal' ehleli, waeyakuba netamsanqa emhlabeni : waungayikumnikela entandweni yentshaba zake.

3 INkosi iyakumonwabisa nxa aleleyo ngesifo : uyakululungisa ukuko lwake ngexesha lobulwelwe bake.

4 Ndite, Nkosi, yiba nofefe kum : uwupilise umpefumlo wam, ngokuba ndonile ngakuwe.

5 Intshaba zam ziteta okubi ngam : Uyakufa ninina, lipele negama lake ?

6 Bati bakuza kundibona batete okungendawo : inkliziyo yabo iyazibutela inkohlakalo, bati bakupuma bayixele.

7 Bonke abanditiyayo bayasebezelana ngam : baqinge nobubi ngakum.

8 Bati uhlelwe sisifo esibi : epantsi nje, akayikubasavuka.

9 Kwa umlingane wam, naye ebenditembele kuye : obesidhla nesonka sam, usipakamisile isitende sake ngakum.

10 Kodwa wena, Nkosi, yiba nofefe kum : undivuse, ndandiyakubapindezela.

11 Ngoko ndiyazi ukuba uyanditanda : ekubeni utshaba lwam lungenakundivuyelela.

12 Uyandiqinisa ebulungiseni bam : wondimisa ebusweni bako kude kube ngunapakade.

13 Maidunyiswe i-Nkosi u-Tixo wo-Sirayeli : kude kube ngunapakade. Amen.

ICULO XLII.

KWA njengokuba inyamakazi ingxamel' imitombo yamanzi : kwanjalo nompefumlo wam ukungxamele wena, Tixo.

2 Umpefumlo wam unxanelwe u-Tixo, kwa

u-Tixo ohleliyo : ndoza ndibonakale ninina ebusweni buka-Tixo ?

3 Inyembezi zam bezikukutya kwam emini nasebusuku : behleli besiti kum, Upina u-Tixo wako ?

4 Nditi ndakuzikumbula ezizinto, ndiwupalaze umpefumlo wam : ngokuba bendihamba nesihlwele, ndasisa endhlwini ka-Tixo ;

5 Ngelizwi lovuyo nelodumiso : kwanabenza umtendeleko.

6 Utotywe yinina, mpefumlo wam : utukuteziswe yinina pakati kwam ?

7 Tembela ku-Tixo : endiyakumbulela ngenxa yenkululo yobuso bake.

8 Tixo wam, umpefumlo wam utotyiwe pakati kwam : ngako oko ndiyakukukumbula ndisezweni le-Yoredane, nelase-Heremone, nasentabeni ye-Mizare.

9 Inzulu ziyamemeza kwinzulu, ngokugquma kwamaza azo : onk' amaza ako nemisinga yako idhlule pezu kwam.

10 INkosi indenzele ngobubele bayo emini : nasebusuku ndiyakucula ngayo, nditandaze ku-Tixo wobomi bam.

11 Ndoti ku-Tixo wamandhla am, Undishiyele nina : kunganina ukuba ndihambe ndilusizi, ngenxa yokubandezelwa lutshaba ?

12 Amatambo am acandekile njengokwenziwa li*r*ele : zakuhlala zindidela intshaba zam ;

13 Zakuhlala zisiti kum : Upina u-Tixo wako ?

14 Utotywe yinina, mpefumlo wam : utukuteziswe yinina pakati kwam ?



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

15 Tembela ku-Tixo : ngokuba ndiyakumdumisa, oluncedo lwobuso bam, no-Tixo wam.

ICULO XLIII.

NDIGWEBELE, Tixo, unditetelele kwisizwe esikohlakeleyo : ndisindise kowenkohlakalo nowenkohliso.

2 Ngokuba ungu-Tixo wamandhla am, undilahlela nina : kunganina ukuba ndihambe ndilusizi ngenza yokubandezela kwentshaba?

3 Lutume ukanyiso lwako nenyaniso yako, zindikokele : zindise entabeni yobungcwele bako, nasententeni yako.

4 Ndize ndiye elatareni ka-Tixo, kwa ku-Tixo wovuyo lwam : ndikubulele nangohadi, Tixo ongu-Tixo wam.

5 Utotywe yinina, mpefumlo wam : utukuteziswe yinina pakati kwam?

6 Tembela ku-Tixo : ngokuba ndiyakumdumisa, oluncedo lwobuso bam, no-Tixo wam.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

ICULO XLIV.

SIZIVILE ngendhlebe zetu, Tixo, obawo betu basixelele : into obuzenzile ngexesha labo lakudala;

2 Ukuzikupa kwako izizwe ngesandhla sako, wabangenisa bona ; nokuzitshabalalisa kwako inklanga wakuzikupela pandhle.

3 Ngokuba bengawuzuzanga umhlaba ngerele labo : bengancedwanga nayingalo yabo;

4 Kodwa bekusisandhla sako sokunene, ne-



Digitized by INTERNET ARCHIVE    Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngalo yako, nokukanya kwobuso bako : ngokuba ububatanda.
5 Ungu-Kumkani wam, Tixo : lutumele uncedo ku-Yakobi.
6 Siyakuziwisa intshaba zetu ngawe : siti nangegama lako sibanyatele pantsi abavukelene nati.
7 Ngokuba ndingayikusitemba isapeta sam : nerele lam aliyikundisindisa ;
8 Nguwe osisindisileyo ezintshabeni zetu : nobadanisileyo abasitiyayo.
9 Siyakuhlala simbonga u-Tixo imini yonke : silidumise igama lako kude kube ngunapakade.
10 Kodwa kaloku usishiyile usidanisile : akusahambi nemikosi yetu.
11 Siyagxotwa zintshaba zetu ngenxa yako : baze abasitiyayo basipange.
12 Siyadhliwa njengegusha : usicitile pakati kwezizwe.
13 Uyatengisa ngabantu bako ngokubalahla : ungatengi imali ngabo.
14 Uyasenza sibe sisidelwa sabamelwane betu : sihlekwe sidaniswe ngabasingqongayo.
15 Uyasenza sibe sisihleko sezizwe : nesihlunguzelo senkloko pakati kwabantu.
16 Ihlazo lam lihleli lipambi kwam : nokudana kwobuso bam kundigqibile ;
17 Ngenxa yelizwi lomtuki nomgxeki : nangenxa yotshaba nompindezeli.
18 Noko sihlelwe koku konke, asikulibalanga noko : asikukohlisanga ngocebano lwako.
19 Inkliziyo yetu ayibuyanga ngomva :

Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

namanyatela etu akashenxanga endhleleni yako;
20 Nakuba usapule endaweni zama*r*amnco : wasisibekelela ngesitunzi sokufa.
21 Ukuba sililibele igama lo-Tixo wetu, nokuba sizipakamisile izandhla zetu kotixo bambi : u-Tixo akayikukubuza na? ezazi nje imfihlakalo zenkliziyo.
22 Ngokuba ngenxa yako sibe sibulawa imini yonke : sibalwa ngokwegusha zokuxelwa.
23 Vuka, Nkosi, ulele nganina : pakama, ungasilibali kude kube ngunapakade.
24 Ubufihlele nina ubuso bako : ubulibele ubunzima betu nokubandezelwa kwetu?
25 Umpefumlo wetu utotyiwe kwada kwaselutulini : isisu setu sinamatele emhlabeni.
26 Pakama, usincede : usikulule ngenxa yobubele bako.

ICULO XLV.

INKLIZIYO yam iteta isiteto esilungileyo : ndishumayela imisebenzi yam endiyenzileyo ngakuye Ukumkani.
2 Ulwimi lwam lulusiba : lombali okaulezisayo.
3 Ubadhlulule onyana babantu ngobuhle : umlomo wako uzele lufefe, ngako oko u-Tixo ukutamsanqelisile kude kube ngunapakade.
4 Linxibe i*r*ele lako esinqeni sako, Somandhla : nodumo lwako nobungcwalisa bako.
5 Yiti ngobungcwalisa bako ukwele, weyise; ngenxa yenyaniso nolulamo nobulungisa : sa-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

siya kuti isandhla sako sokunene sikufundise
izinto ezoyikekayo.
6 Intolo zako zibukali kakulu, abantu baya-
kukululamela : kwa pakati kwentshaba zo-
Kumkani.
7 Isihlalo sako sobukumkani, Tixo, singuna-
pakade : intonga yobukumkani bako yintonga
yobulungisa.
8 Uyabutanda ubulungisa, uyitiyile inkohla-
kalo : ngako oko u-Tixo, kwa u-Tixo wako,
ukutambisile ngeoli yovuyo ngapezu kwaba-
lingane bako.
9 Kuko amavumba emore nekala nekasiya
ezingutyeni zako zonke : asezindhlwini zoku-
mkani abakuvuyise ngazo.
10 Bekuko intombi zokumkani pakati kwa-
magosazana ako : ngasekunene kwako be-
kumi ukumkanikazi evatisiwe ngegolide yase-
Ofire.
11 Pulapule, ntombi, ubone, yitobe indhlebe
yako : usilibale isizwe sakowenu, kwa nendhlu
kayihlo.
12 Woza Ukumkani avuyiswe bubuhle bako :
ngokuba enguye oyi-Nkosi yako, mbedeshe
yena.
13 Nentombi yase-Tire iyakubako enomni-
kelo : abazityebi pakati kwabantu bayakucela
ukubona ubuso bako.
14 Intombi yo-Kumkani ibungcwalisa kanye
ngapakati : ingubo zayo zezegolide esetyenzi-
weyo.
15 Iyakusiwa ku-Kumkani ngengubo ezitu-
ngiweyo : nentombi ezingamaqabane ayo eziyi-
landelayo ziyakusiwa kuwe.

Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

16 Ziyakuziswa ngovuyo nangemigcobo : zingene endhlwini yo-Kumkani.
17 Endaweni yoyihlo uyakuba nabantwana : oyakubenza babe zinkosi emhlabeni wonke.
18 Ndiyakulenza igama lako likunjulwe kuzo zonke izizukulwana : zoti ngoko izizwe zikubulele kude kube ngunapakade.

ICULO XLVI.

U-TIXO ulitemba letu namandhla etu : noncedo ngexesha lembandezelo.
2 Soti ngoko singoyiki, nakubeni umhlaba uyasuswa : nakuba intaba zisiwa pakati kwolwandhle.
3 Nokuba amanzi alo ayagquma abe yimpitimpiti : nentaba zingcangcazela ngomsindo walo.
4 Imilambo yamanzi alo iyakusivuyisa isixeko sika-Tixo : kwa indawo engcwele yendhlu y-Opezu konke.
5 U-Tixo upakati kwaso, ngako oko asiyikushukunyiswa : u-Tixo uyakusinceda kamsinya.
6 Izizwe zayimpitimpiti nezikumkani zashukunyiswa : walikupa ilizwi lake, wanyibilika umhlaba.
7 INkosi yezihlwele inati : u-Tixo ka-Yakobi uyinqaba yetu.
8 Yizani nibone imisebenzi ye-Nkosi : intshabalaliso izenzileyo emhlabeni.
9 Izipelisile imfazwe kwada kwasezincameni zomhlaba : isapule isapeta, yawushunqula nomgwazo, nenqwelo zokulwa izitshisile emlilweni.
10 Yitini cwaka nazi ukuba ndingu-Tixo



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

mina : ndiyakupakanyiswa pakati kwezizwe, ndipakanyiswe nasemhlabeni.

11 INkosi yezihlwele inati : u-Tixo ka-Yakobi uyinqaba yetu.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XLVII.

YOMBELANI ngezandhla nonke nina bantu : culani ku-Tixo ngelizwi lovuyo.

2 Ngokuba i-Nkosi epezu konke iyeyoyikekayo : ingu-Kumkani omkulu pezu kwawo wonk' umhlaba.

3 Iyakubeyisa abantu babe pantsi kwetu : ziti nezizwe zibe pantsi kwenyawo zetu.

4 Iyakusiqashisela ilifa letu : nobungcwalisa buka-Yakobi emtandileyo.

5 U-Tixo unyukile ngendanduluko zovuyo : ne-Nkosi ngenklokoma yamaxilongo.

6 Culani, nicule ku-Tixo wetu : culani, nicule ku-Kumkani wetu.

7 Ngokuba u-Tixo ungu-Kumkani wawo wonk' umhlaba : culani amaculo ngokuqonda.

8 U-Tixo ubupete ubukumkani pezu kwezizwe : u-Tixo uhleli esihlalweni esingcwele sobukumkani bake.

9 Inkosi zezizwe zihlangene nesizwe sika-Tixo ka-Abrahame : ngokuba amakaka omhlaba angawaka-Tixo, upakamile kakulu yena.

### ICULO XLVIII.

INKOSI inkulu, ifanel' ukubongwa ngokukulu : esixekweni so-Tixo wetu, nasentabeni yobungcwele bayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Intaba yase-Ziyone isendaweni enkle, iluvuyiso lwomhlaba wonke : isixeko so-Kumkani omkulu sisecaleni layo elingasenkla ; u-Tixo uyaziwa ezindhlwini zaso zobukosi ukuba uyinqaba.

3 Ngokuba okumkani bomhlaba : bebehlanganisene, badhlula kunye.

4 Bamangaliswa bakubona into ezinjalo : baxaliswa bemka ngokungxama.

5 Behlelwa kukwoyika nabubuhlungu : njengobomfazi ozakuzala.

6 Uyazapula inqanawa zase-Tarishe : ngomoya wecala lokupuma kwelanga.

7 Njengokuba sibe sivile, sikubonile esixekweni se-Nkosi yezihlwele, esixekweni sika-Tixo wetu : u-Tixo uyakusigcina kude kube ngunapakade.

8 Sibukumbule ububele bako, Tixo : kwa pakati kwetempile yako.

9 Kwa njengegama lako, Tixo, lunjalo udumo lwako kwada kwasezincameni zomhlaba : isandhla sako sokunene sizele bubulungisa.

10 Intaba yase-Ziyone maivuye, nentombi zakwa-Juda mazigcobe : ngenxa yezigwebo zako.

11 Yikangeleni i-Ziyone, niyijikeleze : zibaleni nenqaba zayo.

12 Zigqaleni indonga zayo nezindhlu zayo zobukosi : nize nizixelele izizukulwana ezizakuza.

13 Ngokuba u-Tixo lo engu-Tixo wetu kude kube ngunapakade : uyakusikokela kude kube sekufeni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ICULO XLIX.

KUVENI oku nonke nina bantu : kupula-
puleni nonke nina bemi bomhlaba ;
2 Abapakamileyo nabatotyiweyo, nabazityebi
nabangamahlwempu : nonke kunye.
3 Umlomo wam uyakuteta ubulumko : ne-
nkliziyo yam iyakucinga ukuqonda.
4 Indhlebe yam ndiyakuyitobela emzekeli-
sweni : ndisivelise nesiteto sam esifihlakeleyo
ngohadi.
5 Ndiyakwoyika ntonina ngemihla yobubi :
nanxa inkohlakalo yezitende zam indi*r*au-
layo ?
6 Kuko abatemba lizimpahla zabo : nabaqa-
yisa ngobukulu bendyebo zabo.
7 Akuko ongad' amkulule umzalwane wake :
asenze nesizi ku-Tixo ngenxa yake ;
8 Ngokuba ukukululwa kwompefumlo wabo
kunqabile : makakuncame kude kube nguna-
pakade ;
9 Nakuba uyakuhlala kude kube ngunapa-
kade : angalivi nengcwaba.
10 Ngokuba uyabona ukuba nabalumkileyo
bayabuba : kwa nogezayo nosidenge, bazishi-
yele abanye indyebo zabo.
11 Bati ezinkliziyweni zabo izindhlu zabo zi-
yakuhlala kude kube ngunapakade : nemizi
yabo kuzo izizukulwana ngezizukulwana ; bati
nemihlaba yabo bayibize ngawabo amagama.
12 Ngokuba umntu akanakuhlala edumile :
unjengenkomo ezitshabalalayo.
13 Lendhlela yabo ibubudenge babo : kanti



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

abezayo emva kwabo bayakolwa kukuteta kwabo.

14 Balele engcwabeni njengegusha, bayakudhliwa kukufa, abalungileyo bayakuba nobukosi pezu kwabo kwakusa : amandhla abo ayakwonakala engcwabeni elilikaya labo.

15 Kodwa u-Tixo uyakuwukulula umpefumlo wam emandhleni engcwaba : ngokuba eyakundamkela.

16 Ungoyiki, akuti umntu enziwe abe sisityebi : nanxa kwandiswayo ubungcwalisa bendhlu yake ;

17 Ngokuba engayikumka nanto, akufa : ubungcwalisa bake abusayikumlandela.

18 Nakuba ebete, oko ebesahleli, wawutamsanqelisa umpefumlo wake : abantu bayakubonga wakuzenzela okulungileyo.

19 Uyakulandela isizukulwana soyise : akasayikuz' akubone ukukanya.

20 Umntu odumileyo engenangqondo : unjengenkomo ezitshabalalayo.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO L.

INKOSI engu-Tixo onamandhla onke ilikupile ilizwi layo : yawubiza umhlaba kwasekupumeni kwelanga kwada kwasekutshoneni kwalo.

2 U-Tixo ubonakele e-Ziyone : ngobuhle obukazimlayo.

3 U-Tixo wetu uyakuza, angati cwaka : kuyakuhamba umlilo odhlayo pambi kwake, angqongwe luqwitela olukulu ngamacala onke.



Digitized by INTERNET ARCHIVE    Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Uyakuwabiza amazulu epezulu : nomhlaba, ukuze abagwebe abantu bake.
5 Babuteleni kum abangcwele bam : nabalwenzileyo ucebano nam ngedini.
6 Namazulu ayakubushumayela ubulungisa bake : ngokuba u-Tixo engumgwebi ngokwake.
7 Pulapulani bantu bam, nditete : ndinqinele ngakuwe, Sirayeli; ngokuba ndingu-Tixo, u-Tixo wako.
8 Andiyikukwohlwaya ngenxa yeminikelo yako namadini ako : abefanel' ukuhlal' eko ebusweni bam.
9 Andiyikutabata nkabi ebuhlanti bako : nenkunzi yebokwe ezibayeni zako.
10 Ngokuba zonk' izilo zamahlati zizezam : kwa nenkomo ezisezintabeni eziliwaka.
11 Ndiyazazi zonk' intaka ezisezintabeni : nezilo zasendhle zizezam.
12 Ukuba bendilambile, bendingayikuzibika kuwe : ngokuba umhlaba wonke ungowam, nako konke okukuwo.
13 Ndiyakuyidhla inyama yenkunzi na : ndilisele negazi lebokwe na ?
14 Nikela ku-Tixo umbulelo : uzenze izifungo zako k-Opezu konke.
15 Zubizele kum ngemini yembandezelo : ndandiyakukukulula, wauyakundibonga.
16 Kodwa kokohlakeleyo uti u-Tixo : Uyishumayela nina imiteto yam, ulutete nangomlomo wako ucebano lwam ;
17 Ulutiyile ululeko : namazwi am uwalahla emva kwako nje ?
18 Ute, wakubona isela, waseuvumelana nalo : walikolwane laba*r*exezayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

19 Umlomo wako uwunikele enkohlakalweni : nolwimi lwako lwenze inkohliso.

20 Uhlala, uteta ngakuye umzalwane wako : umhlebe nonyana kanyoko.

21 Ezizinto uzenzile, ndati cwaka mina, usiba ndingonjengawe kanye : kodwa ndiyakukwohlwaya, ndikubonise into ozenzileyo.

22 Kugqaleni oku, nina enimlibalayo u-Tixo: hleze ndiniqwenge, kungabiko ohlangulayo.

23 Osukuba ondibulela wandingcwalisa, uyandidumisa : nolungis' indhlela yake ndiyakumbonisa inkululo ka-Tixo.

## ICULO LI.

YIBA nofefe kum, Tixo, ngokufanelwe bububele bako : nangenxa yobuninzi benceba zako zicime izigqito zam.

2 Ndihlambe kunene enkohlakalweni yam : undihlambulule esonweni sam.

3 Ngokuba ndiyavuma izigqito zam : nesono sam sihleli sipambi kwam.

4 Kungakuwe wedwa endonileyo, nalenkohlakalo ndiyenzile emehlweni ako : uze ube ngolungileyo ekuteteni kwako, ube ngcwele ekugwebeni kwako.

5 Bendizalelwe enkohlakalweni : nomà wandimitela esonweni.

6 Kodwa wena ungxamel' inyaniso empakatweni : wauyakundazisa ubulumko emfihlakalweni.

7 Ndihlambulule ngehisope, ndandiyakuba ngcwele : ndihlambe, ndandiyakugqitisa nengqele ngokuba mhlope.



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Ndivise uvuyo nomgcobo : aze avuye ama-
tambo owatyumzileyo.
9 Maufihle ubuso bako ezonweni zam : uzi-
cime zonke izikohlakalo zam.
10 Ndenzele inkliziyo engcwele, Tixo : uhla-
ziye umoya olungileyo pakati kwam.
11 Zungandilahli ebusweni bako : ungamsusi
no-Moya wako Oyingcwele kum.
12 Lubuyisele kum uvuyo lwenkululo yako :
undixase ngo-Moya wesisa sako.
13 Ndandiyakubafundisa abakohlakeleyo
indhlela zako : naboni bayakuguqukela kuwe.
14 Ndikulule etyaleni legazi, Tixo, wena
ongu-Tixo wenkululo yam : lwaluyakuti ulwi-
mi lwam lucule ngobulungisa bako.
15 Wuvule umlomo wam, Nkosi : wauyaku-
shumayela udumo lwako.
16 Akunqweneli idini, ngendikulenzela : aku-
litandi idini elitshisiweyo.
17 Amadini ka-Tixo angumoya ogqoboki-
leyo : inkliziyo egqobokileyo nenosizi akuyi-
kuyidela, Tixo.
18 Yiba nobubele uyincede i-Ziyone : zake
nendonga ze-Yerusaleme.
19 Wauyakukoliswa ngamadini obulungisa,
nangamadini atshisiweyo neminikelo : baze
banikele nenkabi elatareni yako.

ICULO LII.

UQAYISELA nina ngenkohlakalo : *r*oti-
ndini ;
2 Ububele buka-Tixo : buhleli buko nje ?
3 Ulwimi lwako luqinga inkohlakalo : luse-
nza inkohliso njengesitshetshe esibukali.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Uyayitanda inkohlakalo pezu kwobulungisa : ubutanda nobuxoki pezu kwokuyiteta inyaniso.

5 Uwatandile onke amazwi obudhlwengu : nolwimi lwenkohliso.

6 U-Tixo uyakukutshabalalisa kude kube ngunapakade : uyakukususa akuncotule esikundhleni sako, ayikupe nengcambo yako emhlabeni wabahleliyo.

7 Abalungileyo bayakukubona oku, boyike : bamhleke besiti ;

8 Nanku umntu ongamenzanga u-Tixo abe ngamandhla ake : kodwa watemba ebuninzini bendyebo yake, wazomeleza enkohlakalweni yake.

9 Kodwa mina ndinjengomnquma oluhlaza osendhlwini ka-Tixo : ndiyakutemba elufefeni luka-Tixo kude kube ngunapakade.

10 Ndiyakukudumisa kude kube ngunapakade, ngokuba bekwenziwe nguwe : ndandiyakutembela egameni lako, ngokuba abangcwele bako bayakolwa lilo.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LIII.

IGEZA lite enkliziyweni yalo : Akuko Tixo.

2 Bonakele, benze inkohlakalo ezondekileyo : akuk' owenz' okulungileyo.

3 U-Tixo esezulwini wakangela pezu kwonyana babantu : ukubona ukuba kuk' oqondayo na nofun' u-Tixo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE    Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Bapambukile bonke, bancolile bonke : akuk' owenz' okulungileyo, namnye.
5 Abenzi benkohlakalo abanangqondo na : besidhla abantu bam njengokungati badhla isonka? ababizelanga ku-Tixo.
6 Boyika kakulu apo bekungeko soyikiso : ngokuba u-Tixo uwapule amatambo alowo obemelene nawe, ubadanisile, ngokuba u-Tixo ubadelile.
7 Ayaba inkululo yo-Sirayeli yaseipumile e-Ziyone : boti, akuti u-Tixo abuyise ukutinjwa kwabantu bake,
8 Bavuye o-Yakobi : agcobe no-Sirayeli.

## ICULO LIV.

NDISINDISE, Tixo, ngenxa yegama lako : undigwebele ngamandhla ako.
2 Wuve umtandazo wam, Tixo : wapulapule namazwi omlomo wam.
3 Ngokuba abasemzini bavukelene nam : nababandezeli bayawusukela umpefumlo wam, bengambekanga u-Tixo pambi kwamehlo abo.
4 U-Tixo ungondincedayo : i-Nkosi ingakubo abawusekelayo umpefumlo wam.
5 Iyakuzibuyisela ngobubi intshaba zam : zicite ngenyaniso yako.
6 Ndiyakunikela amadini kuwe ngokutanda, ndiyakulidumisa igama lako, Nkosi : ngokuba lilungile.
7 Ngokuba undikulule kubo bonke ubunzima : neliso lam liyibonile intando yalo pezu kwentshaba zam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICULO LV.

WUPULAPULE umtandazo wam, Tixo : ungazifihli ekukungeni kwam.

2 Ndipulapule undipendule : ndilusizi nje ekukaleni kwam, ndikatazekile.

3 Ngenxa yelizwi lotshaba, nangenxa yokubandezela kwokohlakeleyo : ngokuba beposa inkohlakalo pezu kwam, bendizonda ngomsindo.

4 Inkliziyo yam ibuhlungu pakati kwam : nezoyiko zokufa zindihlele.

5 Ukwoyika nokungcangcazela kundiwele : nokwoyika okukulu kundeyisile.

6 Ndaza ndati, Andaba ndanamapiko njengehobe : ndandiyakupapazela, ndimke, ndibe noxolo.

7 Ndandiyakuya kude : ndihlale nasenklango.

8 Ndandiyakukauleza ndisinde : emoyeni oqwitelayo, naseluqwiteleni.

9 Batshabalalise, Nkosi, uzicande nelwimi zabo : ngokuba ndibubonile ubudhlwengu nenkani esixekweni.

10 Bahlala behamba pezu kwendonga zaso emini nasebusuku : kuko inkohlakalo nobunzima pakati kwaso.

11 Kuko inkohlakalo pakati kwaso : inkohliso namamenemene azipeli ezitrateni zaso.

12 Ngokuba asingolutshaba ondidelileyo : ngendinyamezele.

13 Asingonditiyileyo ozenze mkulu ngakum : ngendizifihle kuye.



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Kodwa bekunguwe mlingane wam : mkokeli wam, nondimaziyo.
15 Besicebisana kamnandi : saya endhlwini ka-Tixo sisobabini.
16 Mababanjwe kukufa, mabehlele esihogweni behleli : ngokuba inkohlakalo isezindhlwini zabo, napakati kwabo.
17 Kodwa okwam ndiyakubizela ku-Tixo : yaiyakundisindisa i-Nkosi.
18 Ngokuhlwa, nakusasa, nasemini enkulu ndiyakutandaza ngelizwi elikulu : yaiyakuliva ilizwi lam.
19 Iwukulule umpefumlo wam ngoxolo kuyo imfazwe ebingakum : ngokuba bebebaninzi abebengakum.
20 U-Tixo uyakuva ababandezele, kwa obehleli kwakudala : ngokuba bengaguquki, bengamoyiki u-Tixo.
21 Uzolule izandhla zake ngakubo abebexolene naye : ulwapule ucebano lwake.
22 Amazwi omlomo wake abetambile ngapezu kwamafuta epehla, kuko imfazwe enkliziyweni yake : amazwi ake abeyigqitisile neoli ngokutamba, kanti ebengama*r*ele a*r*oliweyo.
23 Yilahlele e-Nkosini ixala lako, yaiyakukuxasa yona : ingasayikuz' ivume ukuba bashukunyiswe abalungileyo.
24 Kodwa wena, Tixo : uyakubahlisela esihogweni sentshabalalo.
25 Abantu begazi nabenkohliso abayikuyigqiba imihla yobomi babo : kodwa mina ndiyakutembela kuwe.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

# UMBEDESHO WAKUSASA.

## ICULO LVI.

YIBA nofefe kum, Tixo, ngokuba kuk' ongandiginyayo : esilwa nje uyandibandezela imini yonke.

2 Intshaba zam zihleli zingxamel' ukundiginya imini yonke : ngokuba bebaninzi abalwayo nam, wena Opezu konke.

3 Xeshekweni ndoyikayo : ndiyakutembela kuwe.

4 Ndiyakumbonga u-Tixo ngenxa yelizwi lake : nditembele ku-Tixo, andiyikwoyika nto engenziwa yinyama kum.

5 Amazwi am bayawajika imihla ngemihla : zonke izicingo zabo zingakum ngokukohlakeleyo.

6 Bayabutana, bazifihle : bawagqale amanyatela am, bakuwulalela umpefumlo wam.

7 Bayakusinda ngenkohlakalo na : bakahlele pantsi abantu ngengqumbo yako, Tixo.

8 Izidungudelo zam uzibalile; inyembezi zam zuzifake eqageni lako : akusencwadini yako na?

9 Ndakubizela kuwe, ziyakunqandwa intshaba zam : ndiyakwazi oku, ngokuba u-Tixo engakum.

10 Ndiyakuvuyela ezwini lika-Tixo : ndizonwabise ngelizwi le-Nkosi.

11 Nditembele ku-Tixo : andiyikwoyika nto endingenziwayo ngumntu.

12 Izifungo zako zipezu kwam, Tixo : ndiyakukubulela ngomdumiso.

13 Ngokuba usindisile umpefumlo wam



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ekufeni, akuyikuzigcina inyawo zam ekuweni na : ndize ndihambe ebusweni buka-Tixo ekukanyeni kwabahleliyo?

ICULO LVII.

YIBA nofefe kum, Tixo, yiba nofefe pezu kwam, ngokuba umpefumlo wam utembele kuwe : itemba lam liyakuba sesitunzini samapiko ako, zide zipele imbandezelo ezi.

2 Ndiyakubizela ku-Tixo opezu konke : kwaku-Tixo oyakundenzela into zonke.

3 Uyakutuma esezulwini : andikulule kuso isidelo songandiginyayo.

4 U-Tixo uyakubutuma ububele bake nenyaniso yake : umpefumlo wam upakati kwengonyama.

5 Ndilele pakati kwabavutayo ngomlilo kwa nonyana babantu : abamazinyo ayimigwazo nentolo, nolwimi lwabo lulirele elibukali.

6 Yiba upakamile pezu kwamazulu, Tixo : ubungcwalisa bako mabube pezu kwomhlaba wonke.

7 Bawalungisele utambo amanyatela am, umpefumlo wam bawutobile : bandimbele isihogo ebusweni bam, abawele kuso kwa bona.

8 Inkliziyo yam iqinisiwe, Tixo, inkliziyo yam iqinisiwe : ndandiyakuvuma ndidumise.

9 Vuka, bungcwalisa bam, vuka, luhadi nogwali : ndiyakuvuka kwakusasa ngokwam.

10 Ndiyakukudumisa pakati kwabantu, Nkosi : ndikuvumele amaculo pakati kwezizwe.

11 Ngokuba ububele bako bukulu kude



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kube sezulwini : nenyaniso yako kude kube sesibakabakeni.

12 Zipakamise, Tixo, pezu kwamazulu : ubu ngcwalisa bako mabube pezu kwawo wonke umhlaba.

## ICULO LVIII.

NITETA okuyinyaniso na, nina benklanganiso : nigweba ngokufanelekileyo na, nina bonyana babantu ?

2 Niqinga inkohlakalo nje ngenkliziyo zenu : nilinganisa ubudhlwengu ngezandhla zenu emhlabeni.

3 Abakohlakeleyo bangabasemzini kwasesizalweni : bati bakuzalwa, basebelahleka beteta ubuxoki.

4 Banobuhlungu obunjengobuhlungu benyoka : banjenge*r*amba elisitulu elivingca indhlebe zalo ;

5 Elingayikuliva ilizwi lonyangayo : noko anyangayo ngokulumkileyo.

6 Wapule amazinyo abo, Tixo, kwasemilonyeni yabo ; wapule amazinyo amakulu engonyama, Nkosi : mabanyibilike njengamanzi apalalayo ; bakulungisa intolo zabo, mababe njengokuhlahliweyo.

7 Mabapele njengenkumba enyibilikayo : bangaliboni nelanga njengesisu esipumayo somfazi.

8 Zingekazivi intsasa imbiza zenu : uyakubasusa ngoqwitela behleli nomsindo wako.

9 Olungileyo uyakuvuya akubona impindezelo : uyakuzihlamba inyawo zake ngegazi labakohlakeleyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

10 Kuze kutiwe, Ngenyaniso kuko umvuzo
kubalungileyo : ngenyaniso kuko u-Tixo
ogweb' umhlaba.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

ICULO LIX.

NDISINDISE ezintshabeni zam, Tixo : undi-
lwele kubo abavukelene nam.
2 Ndisindise kubo abenzi benkohlakalo :
undikulule ebantwini begazi.
3 Ngokuba bawulalele umpefumlo wam :
abanamandhla bahlanganisene ngakum, ndi-
ngenatyala, ndingenasono, Nkosi.
4 Bayangxama bazilungise ndingenatyala :
vuka undincede, ubone.
5 Pakama, wena Nkosi, Tixo wezihlwele,
Tixo ka-Sirayeli, uzibone izizwe : ungabi nalu-
fefe kubakohlakeleyo.
6 Bayahambahamba ngokuhlwa : bavunga-
me njengenja, basijikeleze isixeko.
7 Bayabohla ngemilomo yabo, kuko nama-
rele emilonyeni yabo : ngokuba bati, kuvi-
wa ngubanina ?
8 Kodwa wena, Nkosi, uyakubahleka : uya-
kuzidela izizwe zonke.
9 Ndiyakukulinda ngenxa yamandhla ake :
ngokuba u-Tixo elikaka lam.
10 U-Tixo wobubele bam uyakundandu-
lela : u-Tixo uyakundinika intando yam pezu
kwentshaba zam.
11 Ungababulali, hleze abantu bam balibale :
bacite ngamandhla ako, ubakahlele pantsi,
Nkosi kaka letu.
12 Ngenxa yesono namazwi omlomo wabo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mababanjwe eratsheni labo : nangenxa yokutuka nokugxeka abakutetayo.
13 Bonakalise ngengqumbo yako, bagqibe, ize bangabi sabiko : ize bazi ukuba ngu-Tixo opata kwa-Yakobi nasezincameni zomhlaba.
14 Bayakuhambahamba ngokuhlwa : bavungame njengenja, basijikeleze isixeko.
15 Mababadule befun' ukutya : barore ukuba abakoliswanga.
16 Kodwa mina ndiyakucula ngawo amandhla ako, ndibubonge ububele bako kwakusasa : ngokuba ubuyinqaba yam, nendawo yam yokupepela ngemini yokubandezelwa kwam.
17 Ndiyakuculela kuwe, mandhla am : ngokuba u-Tixo uyinqaba yam, no-Tixo wobubele bam.

## ICULO LX.

USILAHLILE, Tixo, usicitile : ubuqumbile, zubuyele kuti kanjako.
2 Uwungcangcazelisile umhlaba, wawapula : zilungise indawo zawo eziqekekileyo, ngokuba uyashukuma.
3 Abantu bako ubabonisile into ezinzima : usisezile ngeveyine ebulalayo.
4 Abakwoyikayo ubanikile umqondiso : oyakubonakaliswa ngenxa yenyaniso.
5 Baze basindiswe abatandwa bako : zuncede ngesokunene sako, undive.
6 U-Tixo utetile ngobungcwele bake, Ndiyakuvuya, ndiyahlule i-Shekeme : ndiyilinganise nentili yase-Sukote.
7 I-Gileyade iyeyam ; no-Manase ungowam :



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

u-Frayime ungamandhla enkloko yam ; u-Juda
ungumnikumteto wam ;
8 U-Mowabi usisitya sam sokuhlambela ku-
so ; ndiyakusiposa isihlangu sam pezu kwe-
Edome : ne-Filisiya mayivuye ngenxa yam.
9 Ngubanina oyakundingenisa esixekweni
esinamandhla : ngubanina oyakundingenisa
e-Edome ?
10 Asinguwe na, Tixo, obusilahlile : kwa we-
na, Tixo, obungapumanga nemikosi yetu ?
11 Sincede ngexesha lembandezelo : ngokuba
uncedo lwomntu aluyinto yanto.
12 Siyakwenza ngoburoti ngaye u-Tixo :
ngokuba enguye oyakuzinyatela pantsi intsha-
ba zetu.

ICULO LXI.

SIVE isikalo sam, Tixo : uwupulapule umta-
ndazo wam.
2 Ndiyakubizela kuwe kwasekupeleni kwo-
mhlaba : yakweyiswa inkliziyo yam.
3 Ndimise elulwalweni olungapezulu kum :
ngokuba ubulihlati lam, nenqaba enamandhla
elutshabeni.
4 Ndiyakuhlala ententeni yako kude kube
ngunapakade : netemba lam liyakuba pantsi
kwamapiko ako.
5 Ngokuba wena, Tixo, uzivile izifungo zam :
undipile ilifa labaloyik' Igama lako.
6 Uyakubolula ubomi bokumkani : nemi-
nyaka yake kuzo zonke izizukulwana.
7 Uyakuhlala ebusweni buka-Tixo kude
kube ngunapakade : zumlungisele ufefe ne-
nyaniso aze agcinwe zizo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Ndandiyakulibonga igama lako kude kube ngunapakade : ndizenze nezifungo zam imihla ngemihla.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO LXII.

NGENYANISO umpefumlo wam ulindele ku-Tixo : luvela kuye usindiso lwam.

2 Nguye yedwa olulwalwa lwam nenkululo yam : andiyikushukunyiswa kakulu.

3 Kwoda kube ninina niqinga inkohlakalo ngasebantwini bonke : niyakubulawa nonke, niyakuba njengodonga olugoso, nanjengotango oluwileyo.

4 Bayacebana ukuba bamwise opakanyisiweyo ngu-Tixo : bayabutanda ubuxoki ; bayatamsanqelisa ngomlomo wabo, kanti bayaqalekisa ngenkliziyo yabo.

5 Kodwa wena, mpefumlo wam, mlindele u-Tixo : ngokuba itemba lam likuye.

6 Nguye yedwa olulwalwa lwam nosindiso lwam : uyinqaba yam, andisayikuza ndishukunyiswe.

7 Inkululo yam iku-Tixo, kwa nobungcwalisa bam : ilitye lamandhla am, nekaka lam, lingu-Tixo.

8 Hlalani nitembela kuye, nina bantu : yityileni nenkliziyo yenu pambi kwake ; u-Tixo uyindawo yetu yokupepela.

9 Ngenyaniso abantu abamnyama ngabangendawo : nabantu abakulu ngababuxoki, bakulinganiswa baba ngapantsi kwokungendawo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

10 Ningazitembeli imbandezelo, ningaqayisi ngokubada : zakwanda indyebo, ningayimisi kuzo inkliziyo yenu.

11 Wakuteta kanye u-Tixo, ndikuvile nakabini : okokuba amandhla ngawaka-Tixo.

12 Kwa kuwe, Nkosi, kulunge nofefe : ngokuba ubavuza abantu bonke ngokufanelwe yimisebenzi yabo.

ICULO LXIII.

TIXO, ungu-Tixo wam : ndiyakukufuna kwakusasa.

2 Umpefumlo wam unxanelwe wena, nenyama yam ikulangazelele : ezweni elomileyo nelinxaniweyo apo kungeko manzi.

3 Ndize ndiwabone amandhla ako nobungcwalisa bako : njengokuba ndikubonile endaweni engcwele.

4 Ngokuba ububele bako bubugqitile nobomi : nomlomo wam uyakukudumisa.

5 Ndiyakukudumisa njalo ngexa endisadhla ubomi ngalo : ndizipakamise nezandhla zam egameni lako.

6 Umpefumlo wam uyakukoliswa njengokungati kungomongo namanqata : nomlomo wam uyakukudumisa ngemigcobo.

7 Ndindakukukumbula ndiselukukweni lwam : nanxa ndikucingayo ezivarashweni zasebusuku.

8 Ngokuba ubuluncedo lwami nje : ndiyakuvuya pantsi kwomtunzi wamapiko ako.

9 Umpefumlo wam uhlal' ukulandela : nesandhla sako sokunene siyandisekela.

10 Kodwa abafun' ukutshabalalisa umpe-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

fumlo wam : botshona ezindaweni ezingapantsi kwomhlaba.

11 Bayakuwe ngerele : babe sisabelwa sempungutye.

12 Kodwa ukumkani uyakuvuya ngaye u-Tixo ; nabo bonke abafunga yena bayakumncoma : kodwa umlomo wabatet' ubuxoki uyakuvingcwa.

## ICULO LXIV.

LIVE ilizwi lam, Tixo, ekutandazeni kwam : ubugcine ubomi bam ekwoyiken' intshaba.

2 Ndifihle ekucebeni kwabakohlakeleyo kwa ngasese : nasesipitipitini sabenzi bobubi ;

3 Abalulolileyo njengerele ulwimi lwabo : nabazitolayo intolo zabo, kwa amazwi obuhlungu ;

4 Ukuze bamtole ngasese olungileyo : bayamtola ngokwalama, bengoyiki.

5 Bayazomeleza emcimbini okohlakeleyo : bacebane ngokutiyela ngasese, besiti, Kuyakubonwa ngubanina?

6 Bayayibuza kakulu inkohlakalo, bayibuze ngokukuteleyo : bayigcine bonke ngokufihlakeleyo enzulwini yenkliziyo yabo.

7 Kodwa u-Tixo uyakubatola ngotolo : bayakuviwa ngokwalama.

8 Boza ulwimi lwabo baluwise pezu kwabo : bonke ababafbonayo bayakubaleka.

9 Bayakwoyika abantu bonke, bawushumayele umsebenzi ka-Tixo : basinakane nesenzo sake ngokulumkileyo.

10 Abalungileyo bayakuvuya e-Nkosini, ba-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

tembele kuyo : bancome bonke abalungileyo ngenkliziyo.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LXV.

UYADUNYISWA wena, Tixo, e-Ziyone : nesifungo siyakuzalisekiswa kuwe e-Yerusaleme.

2 Wena ovayo umtandazo : inyama yonke iyakuza kuwe.

3 Izikohlakalo zam ziyandoyisa : izigqito zetu ziyakuhlanjululwa nguwe.

4 Unetamsanqa omqashayo, nomamkelayo aze ahlale emakusini ako : siyakukoliswa kukulunga kwendhlu yako, kwa itempile yako engcwele.

5 Uyakusipendula ngento ezoyikekayo ebulungiseni, Tixo wenkululo yetu : olitemba lazo zonke incam zomhlaba, nelabakude elwandhle.

6 Oziqinisayo intaba ngamandhla ako : uzibinqile ngokwomelela.

7 Okuzolisayo ukugquma kwolwandhle : kwa ukugquma kwamaza, nengxolo yabantu.

8 Abahleliyo ezincameni zomhlaba bayazoyika iziboniso zako : obongwayo zimvelo zokusa nezokuhlwa.

9 Utyelela emhlabeni, uwutamsanqelise : uwutyebise kakulu ngomlambo ka-Tixo ozeleyo ngamanzi.

10 Uyayilungisa inqolowa yabo : wakuwumisa njalo.

11 Uyazincenceshela kakulu indima zawo,



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

uzinyakamise nentili zawo : uwutambise ngamatontsi emvula, utamsanqelise nokuhluma kwawo.

12 Umnyaka uwenzele isitsaba ngobubele bako : namafu ako ayatontsela amanqata.

13 Ayatontsela ema*r*iweni asenklango : nenduli ziyavuya ngamacala onke.

14 Imimango yambatisiwe ngemihlambi : nentili zigutyungelwe ngenqolowa ; bade badanduluke bagcobe ngovuyo.

## ICULO LXVI.

VUYANI ku-Tixo, nonke nina mihlaba : nibongeni igama lake ngamaculo, nibudumise ubungcwalisa bake.

2 Yitini ku-Tixo, Hayi ukwoyikeka kwemisebenzi yako : ngenxa yobukulu bamandhla ako intshaba zako ziyakuzilahlela pantsi kwako.

3 Wonk' umhlaba uyakukubedesha : uculele kuwe, ulibonge negama lako.

4 Yizani niyibone imisebenzi ka-Tixo : ukwoyikeka kwokwenza kwake ngakubo onyana babantu.

5 Waluguqula ulwandhle lwaba ngumhlaba owomileyo : bawawela amanzi ngenyawo ; savuya apo ngaye.

6 Upete ngamandhla ake kude kube ngunapakade ; amehlo ake ayazibona izizwe : abangevayo mabangabi nakuzipakamisa.

7 Mdumiseni u-Tixo wetu, nina bantu : livakaliseni ilizwi lokubongwa kwake.

8 Owugcinayo umpefumlo wetu ebomini :



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

engazivumi ukuba zishukunyiswe inyawo
zetu.
9 Ngokuba wena, Tixo, usilingile : usicoki-
sile njengokuba icokiswa isilivere.
10 Wasingenisa elutanjeni : wabubeka nobu-
nzima ezinqeni zetu.
11 Wenze ukuba inkloko zetu zinyatelwe
ngabakweleyo emahasheni : sapumela emli-
lweni nasemanzini, wasingenisa endaweni ene-
ndyebo.
12 Ndiyakungena endhlwini yako ndinama-
dini okutshiswa : ndizenze nezifungo zam, eza-
te wayo ngomlomo wam, ndazifunga ngelizwi
lam, ndakuba sekuxakekeni.
13 Ndiyakukunikela amadini atshisiweyo
atyebileyo, ndawonye neziqumiso zenkunzi ze-
gusha : ndikunikele nenkabi zenkomo nebo-
kwe.
14 Yizani nipulapule, nonke nina enimoyi-
kayo u-Tixo : ndinishumayele oko akwenzileyo
kumpefumlo wam.
15 Ndabizela kuye ngomlomo wam : nda-
mbonga ngolwimi lwam.
16 Ukuba ndeyele enkohlakalweni ngenkli-
ziyo yam : i-Nkosi ayiyikundiva.
17 Kodwa u-Tixo undivile ngenyaniso : uli-
pulapule ilizwi lomtandazo wam.
18 Makadunyiswe u-Tixo ongawulahlanga
umtandazo wam : nongasusanga ububele bake
kum.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICULO LXVII.

WANGA u-Tixo angasipata ngofefe, asitamsanqelise: asibonise ukukanya kwobuso bake.

2 Ize indhlela yako yaziwe emhlabeni: nosindiso lwako pakati kwezizwe zonke.

3 Abantu mabakudumise, Tixo: bonke abantu mabakudumise.

4 Izizwe mazivuye zigcobe: ngokuba uyakugweba abantu ngokulungileyo, uzipate izizwe ezisemhlabeni.

5 Abantu mabakudumise, Tixo: bonke abantu mabakudumise.

6 Woz' umhlaba uvelise iziqamo zawo: no-Tixo, kwa u-Tixo wetu, uyakusitamsanqelisa.

7 U-Tixo uyakusitamsanqelisa: zaziyakuti zonke incam zomhlaba zimoyike.

# UMBEDESHO WAKUSASA.

## ICULO LXVIII.

MAKAPAKAME u-Tixo, zicitwe intshaba zake: mabati nabamtiyayo basabe ebusweni bake.

2 Bagxote njengokuqutywa kwomsi: nanjengokunyibilika kwomtwebeba emlilweni, mabenjenjalo abakohlakeleyo ukutshabalala ebusweni buka-Tixo.

3 Kodwa abalungileyo mabavuye bagcobe pambi kwo-Tixo: ewe mabavuye ngovuyo olukulu.

4 Culani ku-Tixo, liculeleni igama lake: ni-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

mbonge okwele pezu kwesibakabaka ngegama
lake elingu-Yehova, nigcobe ebusweni bake.
5 Unguyise wenkedama, nomgwebeli waba-
hlolokazi : kwa u-Tixo osesihlalweni sake esi-
ngcwele.
6 Abazinkedama uyabanika izihlobo, abaku-
lule nababotshiweyo ngemixokolelwane : ko-
dwa abangevayo bahleli ebugxwayibeni.
7 Tixo, wakubakokela abantu bako : waku-
pumela enklango,
8 Umhlaba wangcangcazela, namazulu ato-
ntsa ebusweni buka-Tixo : yashukunyiswa ne-
Sina ebusweni buka-Tixo, kwa u-Tixo wo-Si-
rayeli.
9 Waunisa imvula enkulu, wena Tixo : wa-
lomeleza ilifa lako oko beliswel' amandhla.
10 Isihlwele sako sihleli kulo : ngokuba we-
na, Tixo, uwalungisele amahlwempu ngobu-
bele bako.
11 INkosi yakupa ilizwi : wamkulu umkosi
wabalishumayelayo.
12 Besaba okumkani nemikosi yabo : bati
nabebesele ekaya babelana ngamaxoba.
13 Nakuba benilele enkunkumeni pakati
kwobuhlanti, niyakuba njengamapiko ehobe :
aselelweyo ngesilivere, nentsiba zalo ngegolide
ecocekileyo.
14 Akubacita okumkani Onamandhla onke :
kwamhlope njengekepu lase-Salmone.
15 Intaba ka-Tixo injengentaba yase-Ba-
shane : intaba ende, njengentaba yase-Ba-
shane.
16 Nitsibela nina, nina zintaba ezinde ? yi-
ntaba ka-Tixo le atande ukuhlala kuyo : ne-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

Nkosi iyakuhlala kuyo kude kube ngunapa-
kade.

17 Inqwelo zika-Tixo zokulwa zingamawa-
kawaka, namawakawaka engelosi : i-Nkosi
ipakati kwazo, njengase-Sina, endaweni
engcwele.

18 Unyukele pezulu, nokutinjwa ukutimbile,
nabantu ubamkelele izipiwo : ize i-Nkosi engu-
Tixo ihlale pakati kwabo.

19 Maidunyiswe i-Nkosi isincedayo imihla
ngemihla : kwa u-Tixo wenkululo yetu.

20 U-Tixo wetu ungu-Tixo wenkululo : u-
Tixo uyi-Nkosi, ekungaye sisindayo ekufeni.

21 U-Tixo uyakuyilimaza inkloko yentshaba
zake : nenkloko yosukuba ehamba enkohlaka-
lweni yake.

22 INkosi ite, Ndiyakubabuyisa e-Bashane
ndiyakubabuyisa abantu bam ezinzulwini zo-
lwandhle.

23 Uze unyawo lwako ulufake egazini le-
ntshaba zako : nolwimi lwezinja zako kwa
kulo.

24 Kuyabonakala kakuhle, Tixo, ukuhamba
kwako : kwa izihambo zako, Tixo wam, Ku-
mkani wam, endaweni engcwele.

25 Abaculi bayahamba ngapambili, nababet
bohadi bayalandela ngasemva : ngapakati zinto
mbi zibet' intambula.

26 Mdumiseni u-Tixo ezinklanganisweni
kwa oyi-Nkosi ngayo inkliziyo yonke.

27 Kuko no-Benjamine omncinane umpat
wabo, nenkosana zakwa-Juda amapakati abo
inkosi zakwa-Zebulone, nenkosi zakwa-Nefa-
tali.



Digitized by INTERNET ARCHIVE     Original from LIBRARY OF CONGRES

28 U-Tixo ukumisele amandhla : kwomeleze, Tixo, okusenzeleyo.

29 Ngenxa yetempile yako ese-Yerusaleme : okumkani bayakuzisa iminikelo kuwe.

30 Umkosi wabapet' intshuntshe, nenklanganiso yabanamandhla, nabazinkabi pakati kwabantu bayakuzitoba, banikele intwana zesilivere : wakuzicita izizwe ezitand' imfazwe;

31 Kuyakuvela inkosana e-Jipete : ne-Tiyopiya iyakuzolula ku-Tixo izandhla zayo.

32 Culani ku-Tixo, nina zikumkani zomhlaba : yibongeni i-Nkosi ngamaculo ;

33 Ehleli pezu kwamazulu abeko kwakudala : iyalivakalisa ilizwi layo, elililizwi elinamandhla.

34 Nikelani amandhla ku-Tixo : ubungcwalisa bake bupezu kwo-Sirayeli, namandhla ake asesibakabakeni.

35 Uyoyikeka, Tixo, ezindaweni zako ezingcwele : u-Tixo ka-Sirayeli ngonik' abantu bake amandhla negunya ; makadunyiswe u-Tixo.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LXIX.

NDISINDISE, Tixo : ngokuba amanzi awungenele umpefumlo wam.

2 Ndeyele eludakeni olunzulu apo kungeko ukuma : ndeyele ezinzulwini zamanzi apo imisinga indoyisayo.

3 Ndidiniwe kukulila kwam ; umqala wam utshile : amehlo am ayapela kukulangazalela u-Tixo wam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Abanditiyayo kungeko tuba bazidhlule inwele zenkloko yam ngokuba ninzi : abanganditshabalalisayo nabazintshaba zam ndingenatyala banamandhla.

5 Ndababuyisela into ebendingazitabatanga : Tixo, uyabazi ubudenge bam, nezono zam azikufihlelwanga.

6 Mabangati abatembele kuwe, Nkosi Tixo wezihlwele, badaniswe ngenxa yam : nabakufunayo, Tixo wo-Sirayeli, mabangadungudeliswa ngenxa yam.

7 Ndasisidelwa ngenxa yako : nobuso bam bufihliwe ludano.

8 Sendinjengowasemzini kubazalwane bam : nongaziwayo kubantwana bakamà.

9 Ngokuba ukuyizondelela kwam indhlu yako kundindhlile : nezidelo zabebekudela zindiwele.

10 Ndalila, ndazohlwaya ngokuzila : kwaba kukugxekwa kwam.

11 Ndambata nenklakanklaka : ndaba sisihlekiso sabo.

12 Bandihleba abahleli esangweni : namanxila andenza isigculelo sabo.

13 Kodwa umtandazo wam ndiwenzela kuwe, Nkosi : ngexesha elikolekileyo.

14 Ndipulapule, Nkosi, ngobuninzi bezibele zako : nangenyaniso yenkululo yako.

15 Ndikupe eludakeni, ndize ndingatshoni : mandikululwe kwabanditiyayo nasezinzulwini zamanzi.

16 Imisingakazi mayingemki nam, nenzulu mazingandiginyi : nesihogo masingawuvingci umlomo waso pezu kwam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

17 Ndipulapule, Nkosi, ngokuba ububele
bako bulungile : buyela kum ngenxa yobuni-
nzi benceba zako.
18 Zungabufihleli isicaka sako ubuso bako,
ngokuba ndisembandezelweni : zungxame undi-
pulapule.
19 Sondela kumpefumlo wam, uwukulule :
ndisindise ngenxa yentshaba zam.
20 Ukwazile ukugxekwa kwam, nokudaniswa
kwam, nehlazo lam : zonke intshaba zam zi-
pambi kwako.
21 Ukudelwa kwam kundi*r*azule inkliziyo ;
ndizele bubunzima : ndakangela ndifuna onga-
nosizi, akwabiko mntu ; nongatutuzelayo,
akwabiko ondamfumanayo.
22 Bandinika inyongo ibe kukudhla kwam :
ndakunxanwa bandinika iviniga ibe kukusela
kwam.
23 Itafile yako maibe lutambo pambi kwabo :
nendyebo yabo ibe ngumgibe kubo.
24 Makwenziwa mnyama amehlo abo, ba-
ngaboni : zihlale zingcangcazela izinqe zabo.
25 Yigalele ingqumbo yako pezu kwabo :
ubabambe ngomsindo wako oshushu.
26 Indhlu yabo maibe linxuwa : kungabiko
nohlala ezintenteni zabo.
27 Ngokuba bembandezela owaumbetile :
batete nobubi ngaye owabumohlwayile.
28 Yongeze ngenkohlakalo inkohlakalo ya-
bo : bangangeni ebulungiseni bako.
29 Mabacinywe encwadini yobomi : bangaba-
lelwa ndawonye nabalungileyo.
30 Kodwa mina ndilihlwempu ndilusizi : ma-
ndipakanyiswe yinkululo yako, Tixo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

31 Igama lika-Tixo ndiyakulidumisa nge-
culo : ndimenze mkulu ngombulelo.
32 INkosi iyakukoliswa koku : pezu kokwe-
nkabi nenkomo enempondo nempupu.
33 Abalulamileyo bayukukubona oku, ba-
vuye : yaiyakupila nenkliziyo yenu enimfu-
nayo u-Tixo.
34 Ngokuba i-Nkosi iyaweva amahlwempu :
ingabadeli ababanjwa bayo.
35 Maidunyiswe lizulu nomhlaba : nolwa-
ndhle, nento zonke ezishukumayo kuzo.
36 Ngokuba u-Tixo uyakuyikulula i-Ziyone,
azake nezixeko zakwa-Juda : baze bahlale kona,
ibe lilifa labo.
37 Nenzalo yezicaka zake iyakulidhla elolifa :
bati nabatand' igama lake bahlale kona.

ICULO LXX.

NGXAMA, Tixo, uze kundikulula : ngxama uze kundinceda, Nkosi.
2 Mabadaniswe bancame abawusukel' umpe-
fumlo wam : mababuyiswe ngomva badaniswe
abanga bangandenzakalisa.
3 Mababuyiswe ngomva kube ngumvuzo we-
hlazo labo : abati, Tshotsho, tshotsho.
4 Bonke abakufunayo mabavuye bagcobe
ngawe : nabatand' inkululo yako mabahlale
besiti, Makadunyiswe u-Tixo.
5 Kodwa mina ndilihlwempu ndingosweleyo :
ngxama uze kum, Tixo.
6 Ungumncedi wam nomkúluli wam : zu-
ngalibali, Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

# UMBEDESHO WAKUSASA.

## ICULO LXXI.

NDITEMBELE kuwe, Nkosi; mandingezi ndidaniswe : ndikulule ngobulungisa bako, undisindise ; yitobele kum indhlebe yako, undikulule.
2 Yiba yinqaba yam, endiyakusabela kuyo : unditembisile usindiso ; ngokuba ululwalwa lwam, nehlati lam.
3 Ndikulule, Tixo wam, esandhleni sabakohlakeleyo : nasesandhleni songalungileyo nongenalusizi.
4 Ngokuba nguwe olitemba lam, Nkosi Tixo : ubulitemba lam kwasebutsheni bam.
5 Bendisekelwe nguwe kwasesizalweni : nguwe owandikupayo esiswini sikamà ; udumiso lwam luyakuhlala lungawe.
6 Ndiyinto yokutelwa nqa ngabaninzi : kodwa nguwe osisipepelo sam esinamandhla.
7 Umlomo wam uyakuzala ludumo lwako : nobukulu bako ngamaxesha onke.
8 Zungandilahli ngexesha lokwalupala : ungandishiyi akuncipa amandhla am.
9 Ngokuba intshaba zam ziyateta ngakum, nabawulalelayo umpefumlo wam bayacebana ngakum, besiti : u-Tixo umlahlile, mputumeni, nimbambe ; ngokuba akuko ongamsindisayo.
10 Zungabi kude kum, Tixo : Tixo wam, ngxama uze kundinceda.
11 Mabadaniswe batshatyalaliswe abazi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

ntshaba kumpefumlo wam : mabagqitywe kukudelwa nalihlazo abafun' ukundenzakalisa.
12 Kodwa ndiyahlala nditemba : ndimane ndisongeza ukukudumisa.
13 Umlomo wam uyakushumayela ubulungisa bako nosindiso lwako ngamaxesha onke : ngokuba zipezu kwembaliso.
14 Ndiyakuhamba ngamandhla e-Nkosi u-Tixo : ndiyakubukankanya ubulungisa bako, kwa obako bodwa.
15 Tixo, undifundisile kwasebutsheni bam : ngako oko ndiyakuyishumayela imimangaliso yako.
16 Sendimdala ndinezimvi, zungandilahli, Tixo : ndide ndiwabonakalise amandhla ako kwesisizukulwana, nengalo yako kubo bonke abayakuza.
17 Ubulungisa bako, Tixo, bupakamile kakulu, wena ozenzileyo into ezinkulu : ngubanina onjengawe, Tixo?
18 Wena ondibonisileyo izixakeko ezininzi ezibi uyakubuya undipilise : undipakamise kwasezinzulwini zomhlaba.
19 Uyakubandisa ubukulu bam : undonwabise ngamacala onke.
20 Ndokudumisa ngohadi, kwa inyaniso yako, Tixo wam : ndicule amaculo kuwe, wena Oyingcwele ka-Sirayeli.
21 Umlomo wam uyakuvuya kakulu ndakukuculela amaculo : nompefumlo wam owukululeyo.
22 Ulwimi lwam luyakuteta ngobulungisa bako ngamaxesha onke : ngokuba bedanisiwe bencamile abebefun' ukundenzakalisa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## ICULO LXXII.

ZUZINIKE kukumkani izigwebo zako, Tixo : nobulungisa bako kunyana wokumkani.
2 Uyakubapata abantu bako ngobulungisa : namahlwempu ako ngomgwebo.
3 Intaba ziyakubavelisela abantu uxolo : kwa nenduli ziyakwenjenjalo ngobulungisa.
4 Uyakuwagwebela amahlwempu asebantwini : abakulule abantwana babasweleyo, amtyumze nombandezeli.
5 Bayakukwoyika ngexesha ekusahleli ngalo ilanga nenyanga : kwisizukulwana ngesizukulwana.
6 Uyakuhla njengemvula pezu kwengca esikiweyo : njengamatontsi agalelekayo emhlabeni.
7 Ngemihla yake abalungileyo bayakukula : nobuninzi boxolo ide inyanga ingabi sabiko.
8 Uyakupata ubukosi kwaselwandhle kude kube selwandhle : nasemlanjeni kude kube sekupeleni kwomhlaba.
9 Abahleli enklango bayakuguqa pambi kwake : nentshaba zake siyakukota utuli.
10 Okumkani base-Tarishe nabeziqiti bayakuzisa iminikelo : nokumkani wase-Sheba nowase-Saba bayakwenza amabaso.
11 Okumkani bonke bayakutoba pambi kwake : nazo zonke izizwe ziyakumkonza.
12 Ngokuba eyakumkulula osweleyo akukala : kwa nehlwempu nongenamncedi.
13 Uyakuba nenceba kolihlwempu nosweleyo : ayikulule nemipefumlo yabangenanto.
14 Uyakuwusindisa umpefumlo wabo enko-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

hlisweni nasekupangweni : igazi labo liyakuba yinto enqabileyo emehlweni ake.

15 Uyakuhlala epilile, anikwe negolide yase-Sheba : uyakuhlala etandazwa futi, adunyiswe imini zonke.

16 Kuyakubako isifumba senqolowa emhlabeni, pezulu ezintabeni : isiqamo saso siyakuzamazama njenge-Lebanone ; nabasesixekweni bayakuhluma njengengca esemhlabeni.

17 Igama lake liyakuhlala kude kube ngunapakade ; liyakuhlala ngokuhlala kwelanga : abantu bayakuba netamsanqa ngaye ; zonke izizwe zomhlaba ziyakumbiza ngonetamsanqa.

18 Maidunyiswe i-Nkosi engu-Tixo, ongu-Tixo wakwa-Sirayeli : owenza yedwa imimangaliso ;

19 Negama lake elingcwele malidunyiswe kude kube ngunapakade : mawuzale nawo wonke umhlaba bubungcwalisa bake. Amen, Amen.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LXXIII.

NGENYANISO u-Tixo wenza ngokulungileyo ku-Sirayeli : nakubo abankliziyo mhlope.

2 Kanti inyawo zam zapantsi ukupambuka : namanyatela am apantsi ukutyibilika.

3 Ngokuba bendinomona ngakubo abazidenge : ndakubona nokwonwaba kwabakohlakeleyo.

4 Ngokuba abanangozi yokufa : bomelele ngamandhla.

5 Ababuvi ubunzima njengabanye abantu : abakatazwa njengabanye abantu.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

6 Ngako iratshi liyabajikeleza njengomxoko-
lelwane : nobudhlwengu babuvete njenge-
ngubo.
7 Amehlo abo adumbile kukutyeba : baya-
kwenza abakutandayo.
8 Bonakele, batete okukohlakeleyo : uku-
teta kwabo kungakuye Opezu konke.
9 Umlomo wabo bayawubekisela ezulwini :
nolwimi lwabo luyahamba umhlaba.
10 Ngako oko abantu bake bayabuyela ku-
bo : bazuze inzuzo ingencinane ngako.
11 Bati, u-Tixo uyakubona nganina : kuko
ukwazi k-Opezu konke na?
12 Aba ngabakohlakeleyo, banokwonwaba
emhlabeni, ziyanda indyebo zabo : ndifumene
ndayicokisa inkliziyo yam, ndazihlamba neza-
ndhla zam kokungenatyala.
13 Ndandisohlwaywa imihla yonke : ndibe-
twa imihla ngemihla.
14 Ndapantsi ukuteta njengabo : koko nge-
ndisonile isizukulwana sabantwana bako.
15 Ndakulinga ukuqonda oku : koko kwa-
ndoyisayo.
16 Ndada ndangena endhlwini ka-Tixo :
ndaza ndasiqonda isipelo sabo ;
17 Ukubabeka kwako ezindaweni ezibutelezi :
ubakahlele ezintshabalalisweni.
18 Hayi ukunqanyulwa kwabo ngokwalama :
bayatshabalala, bapele ngokwoyikekayo.
19 Kwanjengepupa nxa kuvukwayo : wauya-
kwenjenjalo, Nkosi, wakuvuka ukuwudela
umfanekiso wabo.
20 Yaza yabuhlungu inkliziyo yam : ndahla-
tywa nasezintsweni zam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

21 Ndasisidenge, ndingenakwazi : ndanje-
ngesilo ebusweni bako.
22 Kodwa ndihleli ndinawe futi : undiba-
mbile ngesandhla sam sokunene.
23 Uyakundikokela ngecebo lako : uti emva
kwoku undamkele ngobungcwalisa.
24 Ndinabanina ezulwini ngapandhle kwa-
ko : nasemhlabeni akuko ondimnqwenelayo pe-
zu kwako.
25 Inkliziyo yam nenyama yam ziyonakala :
kodwa u-Tixo ungamandhla enkliziyo yam, ne-
sabelwa sam kude kube ngunapakade.
26 Ngokuba abakude kuwe bayakwonakala
ubatshabalalisile bonke abakulahlayo ngo-
mbulo.
27 Kodwa kundilungele mina ukuba ndibe
kufupi ku-Tixo; itemba lam ndilibeke e-Nko-
sini engu-Tixo : ndize ndiyishumayele yonke
imisebenzi yako.

## ICULO LXXIV.

TIXO, usilahlele nina kude kube ngunapa-
kade : ingqumbo yako uyiqumisele nina
ngakuzo izimvu zesidhlelo sako?
2 Yikumbule inklanganiso yako : owabuyite-
ngile, wayifuya kwakudala.
3 Sikumbule isizwe selifa lako, owabusiku-
lule : kwalentaba ye-Ziyone owabuhleli kuyo.
4 Zifunqule inyawo zako ngakuzo intshaba-
laliso ezingunapakade : kwa konke olukwenzi-
leyo utshaba ngokukohlakeleyo endhlwini ya-
ko engcwele.
5 Intshaba zako ziyagquma pakati kwenkla-



Digitized by INTERNET ARCHIVE	Original from LIBRARY OF CONGRESS

nganiso zako : zizimisile ibanile zabo zibe yimiqondiso.
6 Bekudume umntu ngokupakamisa kwake amazembe : eqingqa imiti emikulu.
7 Kanti kaloku bayazapula iziqingqo zayo : ngamazembe nangezando.
8 Bayitshisile indhlu yako engcwele : bayitshabalalisile intente yegama lako kwada kwasemhlabeni.
9 Bate ezinkliziyweni zabo, Masizigqibe kunye : zonke izindhlu zenklanganiso ezisemhlabeni bazitshisile.
10 Imiqondiso yetu asiyiboni, akuseko mprofite : akuseko oqondayo pakati kwetu.
11 Kwoda kube ninina umbandezeli egxeka, Tixo : utshaba luyakudela igama lako kude kube ngunapakade na?
12 Usibambele nina isandhla sako, kwa esokunene sako : sirole esifubeni sako.
13 Ngokuba u-Tixo ungu-Kumkani wam kwakudala : esebenza usindiso emhlabeni.
14 Walwahlula ulwandhle ngamandhla ako : waziqekeza inkloko zezilo ezisemanzini.
15 Waziqekeza inkloko zengwenya : wazinika zibe kukutya kwabantu abahleli enklango.
16 Wavelisa imitombo nemisinga elulwalweni olukuni : watshisa nemilambo emikulu wena.
17 Imini yeyako, nobusuku bubobako : kwalungiswa nguwe ukukanya kwelanga.
18 Imida yomhlaba imisiwe nguwe : kwadalwa nguwe ihlobo nobusika.
19 Kukumbule, Nkosi, okokuba utshaba



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

lulihlazisile : nabantu abazidenge baligxekile
igama lako.
20 Mauze ungawunikeli umpefumlo wehobe
lako emhlambini wabakohlakeleyo : nenkla-
nganiso yamahlwempu zungayilibali kude kube
ngunapakade.
21 Lukumbule ucebano : ngokuba umhlaba
uzele bubumnyama, nenklalo zenkohlakalo.
22 Ababandezelweyo mabangabuyi bedanile :
amahlwempu nabasweleyo mabalibonge igama
lako.
23 Pakama, Tixo, uzitetelele ngokwako :
kumbula ukugxekwa kwako ngoligeza imihla
ngemihla.
24 Ungalibali ilizwi lentshaba zako : iratshi
labavukelene nawe liyanda imihla ngemihla.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO LXXV.

SIYABULELA kuwe, Tixo : siyabulela
kuwe.
2 Ngokuba iyabonisa imimangaliso yako :
ukuba igama lako likufupi.
3 Ndoti ndakuyamkela inklanganiso : ndiyi-
gweba ngokulungileyo.
4 Umhlaba nabemi bawo bonke babutataka :
intsika zawo ndizisekele.
5 Ndite kubazidenge, Musani ukwenza ngo-
budenge : nakubakohlakeleyo, Ningalupaka-
misi upondo lwenu.
6 Ningalupakamiseli pezulu upondo lwenu
ningateti ngentamo elukuni.
7 Ngokuba ukupakanyiswa akuveli ekupu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE    Original from LIBRARY OF CONGRESS

meni kwelanga, nalapo litshona kona : akuveli
nasenklango.
8 U-Tixo engumgwebi nje : uyamwisa omnye,
ampakamise omnye.
9 Ngokuba esandhleni se-Nkosi kuko isitya,
ibomvu iveyine yaso : ipitikeziwe, yagalela
ngaso.
10 Kodwa inklenga : ziyakumungunywa nga-
bakohlakeleyo bomhlaba, bazisele.
11 Kodwa mina ndiyakushumayela kude
kube ngunapakade : ndicule amaculo kuye u-
Tixo ka-Yakobi.
12 Zonke impondo zabakohlakeleyo ndiya-
kuzinqamla : kodwa impondo zabalungileyo
ziyakupakanyiswa.

## ICULO LXXVI.

U-TIXO uyaziwa kwa-Juda : negama lake
likulu kwa-Sirayeli.
2 Indhlu yake ise-Saleme : nesihlalo sake
sise-Ziyone.
3 Wazapula apo intolo nesapeta : ikaka ne-
*r*ele nokulwa.
4 Uzigqitisile ngobungcwalisa nangokulunga :
intaba ezingunapakade.
5 Abakalipileyo bapangiwe, balele butongo
babo : namadoda abazandhla bezinamandhla
akafumananga nto.
6 Ngokwohlwaya kwako, Tixo ka-Yakobi :
ihashe nenqwelo zilele butongo obungapeliyo.
7 Wena, kwa wena, ungoyikekayo : nguba-
nina ongemayo ebusweni babo nxa uqumbile?
8 Wavakalisa umgwebo usezulwini : no-
mhlaba woyika, wati cwaka,



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

9 Akuvukela ekugwebeni u-Tixo : aze aba-
sindise bonke abalulamileyo abasemhlabeni.
10 Umsindo woluntu uyakukudumisa : no-
msindo wabo uyakuwutintela.
11 Yenzani isibambiso nisizalisekise ku-
Tixo oyi-Nkosi yenu : yiziseni iminikelo ko-
nifanel' ukumoyika, nonke nina enimngqo-
ngayo.
12 Uyakubunqamla ubomi benkosana : wo-
yikekile kubo okumkani bomhlaba.

## ICULO LXXVII.

NDABIZELA ku-Tixo ngelizwi lam : kwa
ku-Tixo ngelizwi lam, waza wandipula-
pula.
2 Ngexesha lokubandezelwa kwam ndayi-
funa i-Nkosi : isandhla sam solulwa ebusuku ;
nompefumlo wam awavuma ukututuzelwa.
3 Ndoti ndakuxakeka ndikumbule u-Tixo :
nditi yakubabuhlungu inkliziyo yam ndililele
kuye.
4 Amehlo am abanjwa nguwe epapamile :
ndikatazekile, ndide ndikohlwe ukuteta.
5 Ndiyayikumbula imihla egqitileyo : nemi-
nyaka yakudala.
6 Ndiyazikumbuza iculo lam : nditi ebusu-
ku ndicingane nenkliziyo yam, ndiwufunise
nomoya wam kakulu.
7 INkosi iyakuhlal' ingeko kude kube ngu-
napakade na : ayiyikuba sapata ngobubele
na ?
8 Ufefe lwayo lumkile kude kube ngunapa-
kade na : nesitembiso sayo sesipelile kanye
na ?



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

9 U-Tixo ulibele ukuba nosizi na : nobubele bake ubunqandile ngomsindo na ?
10 Ndaza ndati, Lusizi lwam olu : kodwa ndiyakuyikumbula iminyaka yesandhla sokunene s-Opezu konke.
11 Ndiyakuzikumbula izenzo ze-Nkosi : ndiyakukumbula imimangaliso yako yakudala.
12 Ndiyakucinga imisebenzi yako : ukuteta kwam kuyakuba ngako ukwenza kwako.
13 Indhlela yako, Tixo, iyingcwele : ngubanina ongu-Tixo omkulu njengowetu Tixo ?
14 Ungu-Tixo oyenzayo imimangaliso : namandhla ako uwabonakalisile pakati kwabantu.
15 Abantu bako ubakulule ngengalo yako : kwa onyana baka-Yakobi nabaka-Josefe.
16 Amanzi abekubona, Tixo, amanzi abekubona, oyika : nenzulu zanokuxakeka.
17 Amafu agalela amanzi, isibakabaka sahlokoma : nentolo zako zapuma.
18 Ilizwi lokududuma kwako lasesibakabakeni : imibane yalibaneka ilizwe, umhlaba wangcangcazela, washukuma.
19 Umendu lwako luselwandhle, nendhlela zako pakati kwamanzi amakulu : namanyatela ako akaziwa.
20 Wabakokela abantu bako njengegusha : ngesandhla sika-Mosesi nesika-Arone.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LXXVIII.

WUPULAPULENI umteto wam, bantu bam: zibekiseni indhlebe zenu ngasemazwini omlomo wam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Umlomo wam ndiyakuwuvula ngomzeke-
liso : ndishumayele iziteto ezifihlakeleyo zaku-
dala.
3 Esizivileyo sazazi : ebesizixelelwe ngobawo
betu ;
4 Size singazifihleli kubantwana bezizuku-
lwana eziyakuza : koko silushumayele udumo
lwe-Nkosi, amandhla ayo, nemimangaliso ya-
yo iyenzileyo.
5 Ngokuba yenze ucebano no-Yakobi, ya-
mnika u-Sirayeli umteto : wabayalela obawo
betu ukuba mabawazise elusatsheni lwabo ;
6 Ukuze sazi isizukulwana esizayo : kwa no-
sapo oluyakuzalwa ;
7 Obeluyakusuka : luwushumayele kuba-
ntwana balo ;
8 Baze itemba labo balibekele ku-Tixo : ba-
ngayilibali imisebenzi ka-Tixo, bayigcine ne-
miteto yake ;
9 Bangabi njengoyise babo, isizukulwana esi-
lwayo nesingevayo : isizukulwana esingayilu-
ngisanga inkliziyo yaso, nesimoya unganama-
telanga ku-Tixo ;
10 Njengonyana baka-Frayime : abati, be-
xobile nje, betwele izapeta, bajika bebuya nge-
mini yokulwa.
11 Abalugcina ucebano luka-Tixo : bala
ukuhamba emtetweni wake ;
12 Bayilibala imisebenzi yake : nemimanga-
liso ebebabonisile.
13 Wenze imimangaliso emehlweni obawo
betu emhlabeni wase-Jipete : nasetafeni la-
kwa-Zowane.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Walwahlula ulwandhle, wabaweza : wa-
wafumba amanzi.
15 Wati emini wabakokela ngelifu : nasebu-
suku ngedangatye lomlilo.
16 Wacanda ulwalwa enklango : wabaseza
njengokwasezinzulwini ezinkulu.
17 Wavelisa amanzi elulwalweni lwamatye :
ada ela njengokwemilambo.
18 Kanti kukona bonayo ngakuye : bamqu-
mbisa Opezu konke enklango.
19 Bamlinga u-Tixo ezinkliziyweni zabo :
ngokucelela imipefumlo yabo ukudhla.
20 Bada ba*rora* ngaku-Tixo, besiti : u-Tixo
angad' alungise isitebe enklango na ?
21 Walubeta ulwalwa, apalala amanzi, yela
imisinga : kodwa angavelisa isonka na, abalu-
ngisele abantu bake inyama na ?
22 Yati i-Nkosi yakuva oku yanomsindo :
waza umlilo wavuta ngaku-Yakobi, nengqu-
mbo ngakuye u-Sirayeli ;
23 Ngokuba bebengakolwa ngu-Tixo : aba-
lutemba uncedo lwake.
24 Noko ebewayalezile amafu apezulu : wa-
bavulela nengcango zasezulwini.
25 Wayenisa imana pezu kwabo baze ba-
dhle : wabapa ukudhla kwasezulwini.
26 Baza abantu badhla ukudhla kwengelosi :
wabatumela ukudhla bada bakoliswa.
27 Wawuvutelisa umoya wecala lipum' ila-
nga : wati ngamandhla ake wazisa umoya wa-
sesuyide.
28 Wayenisa inyama pezu kwabo njengotu-
li : nentaka njengenklabati yaselwandhle ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

29 Wakuwisa pakati kwentente zabo : kwa-
semacaleni ezindhlu zabo.
30 Baza badhla, bahluta kanye; ngokuba wa-
banika ngokwentando yabo : bengaposiswanga
kokwenkanuko zabo.
31 Kodwa kwati ukudhla kusesemilonyeni
yabo, ingqumbo ka-Tixo yabehlela : yabulala
abazizityebi kubo, yabakahlela pantsi abakulu
bakwa-Sirayeli.
32 Bahlala besona noko : bengakolwa yimi-
mangaliso yake.
33 Waza wayonakalisa imihla yabo ngoku-
ngendawo : neminyaka yabo ebunzimeni.
34 Bati akubabulala, bandul' ukumfuna :
babuya bambuza u-Tixo ngokukuteleyo.
35 Bakumbula ukuba u-Tixo ebelulwalwa
lwabo : nokokuba u-Tixo opezu konke ebengu-
msindisi wabo.
36 Noko bamkohlisa ngomlomo wabo : ba-
mxokisa ngelwimi zabo.
37 Ngokuba inkliziyo yabo ibingengakuye :
bebengaqinanga elucebaneni lwake.
38 Kodwa wati yena, ezele lusizi nje, wayi-
xolela inkohlakalo yabo : akabatshabalalisa.
39 Kwakufuti ewawubuyisayo umsindo wa-
ke : engayivusanga ingqumbo yake.
40 Ngokuba ebebakumbula ukuba bebeyi-
nyama : kwa umoya odhlulayo, ongabuyubuye.
41 Kwakufuti bamqumbisayo enklango : ba-
mdanisa ebugxwayibeni.
42 Babuya ngomva, bamlinga u-Tixo : ba-
mqumbisa Oyingcwele wakwa-Sirayeli.
43 Abasikumbula isandhla sake : nemini
ebebakulule ngayo esandhleni sotshaba;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

44 Imiqondiso abeyenzile e-Jipete : nemimangaliso yake etafeni lakwa-Zowane.

45 Wawaguqula amanzi abo abe ligazi : baze bakohlwe ukusela emlanjeni.

46 Watuma inklobo ezininzi zempukane pakati kwabo, ezabadhla : namasele abatshabalalisayo.

47 Wati indyebo yabo wayinikela ku*r*uxeshe : nomsebenzi wabo kwinkumbi.

48 Wayicita imiti yeveyine yabo ngesicoto : nemikiwane yabo ngengqele.

49 Wazinikela ezicotweni inkomo zabo : nemihlambi yabo emibaneni.

50 Wabawela ngobushushu bengqumbo yake, umsindo, isohlwayo, nembandezelo : ngokubatumela ingelosi zobubi.

51 Wayivulela ingqumbo yake indhlela, akawugcina ekufeni umpefumlo wabo : wabunikela embujisweni ubomi babo ;

52 Wababulala bonke abangomazibulo base-Jipete : nabazinkloko zamandhla ezintenteni zakwa-Hame.

53 Kodwa abantu bake wabahambisa njengegusha : wabakokela enklango njengomhlambi.

54 Wabakokela ngokugcinekileyo, baza aboyika : kodwa ulwandhle lwazigubungela intshaba zabo.

55 Wabasa emdeni wendawo yake engcwele : kwasentabeni ebeyitengile ngesandhla sake sokunene.

56 Wazigxota izizwe pambi kwabo : wababela ilifa ngomlinganiso, wazimisa izizwe zo-Sirayeli ezintenteni zazo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

57 Baza bamlinga, bamqumbisa u-Tixo opezu konke : abazigcina izingqinelo zake;

58 Babuya ngomva, benza inkohliso njengoyise babo : bepepa njengesapeta esapukileyo.

59 Bamdanisa ngendawo zabo ezipakamileyo : bamenzela ubukwele ngemifanekiso yabo eqingqiweyo.

60 Wati u-Tixo akuva oku, wanomsindo : wabadela o-Sirayeli kakubi.

61 Wada wayishiya intente yase-Shilo : intente owabeyimisile pakati kwabantu.

62 Wawanikela amandhla abo ekutinjweni : nobungcwalisa babo esandhleni sotshaba.

63 Wabanikela abantu bake esi*r*eleni : waliqumbela ilifa lake.

64 Amadodana abo adhliwa ngomlilo : nentombi zabo azendiswa.

65 Abapriste babo bawa ngesi*r*ele : kungeko bahlolokazi abebeyakubalilela.

66 Yaza i-Nkosi yavuka njengobelele butongo : nanjenge*r*oti lomelezwe yiveyine.

67 Yazibeta intshaba zayo ezinqeni : yazenza zasisidelo esingunapakade.

68 Kanjalo ayayivuma intente ka-Josefe : ayasiqasha nesizwe sakwa-Frayime;

69 Yaqasha isizwe sika-Juda : intaba ye-Ziyone eyayitandayo.

70 Yayakela kona itempile yayo kwa pezulu : yaziqinisa izisekelo zayo njengomhlaba eyawusekelayo kwa sekuqaleni.

71 Yaqasha u-Davide isicaka sayo : yamtabata ezibayeni zegusha;

72 Ekulandeleni imazi zegusha ezikulelweyo



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

yamtabata : aze abondhle u-Yakobi abantu bayo, no-Sirayeli ilifa layo.
73 Waza wabondhla ngenyaniso yenkliziyo yake : wabakokela nangobulumko bezandhla zake.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO LXXIX.

TIXO, izizwe zilingenele ilifa lako : itempile yako engcwele ziyincolisile, zayenza i-Yerusaleme ibe sisifumba samatye.
2 Izidumbu zezicaka zako zizinikile zibe kukudhla kwentaka zezulu : nenyama yabangcwele bako ziyinikile kwizilo zasendhle.
3 Igazi labo zilipalazile njengamanzi emacaleni onke ase-Yerusaleme : akwabiko mntu owabangcwabayo.
4 Sasisidelwa kubamelwane betu : isigculelo nesihlekiso kubo abasipahlayo.
5 Kwoda kube ninina, Nkosi, uqumbile : ubukwele bako buyakutshisa njengomlilo kude kube ngunapakade na ?
6 Wupalaze umsindo wako pezu kwezizwe ezingakwazanga : napezu kwobukamkani obungabizelanga egameni lako.
7 Ngokuba bemdhlile u-Yakobi : basitshabalalisa isihlalo sake.
8 Zungazikumbuli izono zetu zakudala, yiba notaru pezu kwetu kamsinya : ngokuba size elishweni elikulu.
9 Sincede, Tixo wenkululo yetu, ngenxa yobungcwalisa begama lako : sisindise, uzihlambulule izono zetu ngenxa yegama lako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

10 Kunganina ukuba izizwe ziti : U-Tixo wabo upina ?
11 Makuti ukupindezelelwa kwegazi lezicaka zako elipalaziweyo : kubonakaliswe pezu kwezizwe emehlweni etu.
12 Ukugula kwombanjwa makuze pambi kwako : ngenxa yobukulu bamandhla ako bakulule abagwetyelwe ekufeni.
13 Uze usibuyisele kubamelwane betu : isidelo babekudela ngaso, Nkosi.
14 Size siti tina esingabantu bako nezimvu zesidhlelo sako, sikubulele kude kube ngunapakade : silushumayele udumo lwako kwisizukulwana ngesizukulwana.

## ICULO LXXX.

PULAPULA, Malusi wo-Sirayeli, wena okokelayo u-Josefe njengegusha : zibonise, wena ohleli pakati kwekerubime.
2 Wavuse amandhla ako pambi kwo-Frayime, no-Benjamine, no-Manase : uze kusikulula.
3 Sibuyise, Tixo : usibonise ukukanya kwobuso bako, sasiyakukululwa.
4 Nkosi Tixo wezihlwele : kwoda kube ninina ubaqumbel' abantu bako abakutandazayo ?
5 Uyabadhlisa isonka senyembezi : ubaseze kwangesininzi senyembezi.
6 Usenzile sada sayimpikisano kubo abamelwane betu : nentshaba zetu ziyasihleka.
7 Sibuyise, wena Tixo wezihlwele : usibonise ukukanya kwobuso bako, sasiyakukululwa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Wawuzisa umti weveyine uvela e-Jipete :
wazikupa izizwe, wawutyala.
9 Wawulungisela indawo : wazendelisa ingca-
mbo zawo, wati wona wawuzalisa umhlaba.
10 Intaba zasibekelelwa ngumtunzi wawo :
namasebe awo afana nawemitomboti emihle.
11 Wawanabisa amasebe awo, ada ayakufika
elwandhle : namagantya awo ada ayakufika
emlanjeni.
12 Uzicitele nina intango zawo : bade ba-
wuke bonke abadhlula endhleleni?
13 Ingulube yasehlatini iyawupanda : nezilo
zasendhle ziyawudhla.
14 Buya, Tixo wezihlwele, kangela usezu-
lwini : uze kuwubona lomti weveyine ;
15 Nentsimi owayityalayo ngesandhla sako
sokunene : nomti owabuzenzela wona.
16 Utshisiwe ngomlilo, unqunyulwe : baya-
kutshatyalaliswa sisohlwayo sobuso bako.
17 Isandhla sako masibe pezu kwendoda ye-
sokunene sako : napezu kwonyana womntu
owabuzomelezela yena.
18 Sasingayikubuya simke kuwe : sipilise,
sasiyakubizela egameni lako.
19 Sibuyise, Nkosi Tixo wezihlwele : ubuka-
nyise ubuso bako, sasiyakukululwa.

## ICULO LXXXI.

MASICULELE ngovuyo ku-Tixo ongama-
ndhla etu : sidanduluke ngovuyo ku-Tixo
ka-Yakobi.
2 Liziseni iculo, yitabateni intambula : uhadi
olumnandi negwali.
3 Vutelani ixilongo yakutwasa inyanga :



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngexesha elimisiweyo, nangemini yomtende-
leko wetu.
4 Ngokuba oku bekungumiselo kwa-Sirayeli
nomteto wo-Tixo ka-Yakobi.
5 Wakumisela kwa-Josefe kube sisingqinelo
okuya wapumayo ezweni le-Jipete, weva intet[o]
engayaziyo.
6 Ndalihlangula igxalaba lake emtwalweni :
nezandhla zake ekuzibumbeni imbiza.
7 Wabizela kum embandezelweni, ndakuku-
lula ke : ndakupulapula wakuwelwa sisaqwiti.
8 Ndakulinga : emanzini akwa-Meriba.
9 Pulapulani bantu bam, ndininqinele, bo-
Sirayeli : ukuba niyakundipulapula,
10 Aniyikuba nabo otixo basemzini : ninga-
konzi otixo bambi.
11 Ndingu-Yehova u-Tixo wako okukupileyo
ezweni le-Jipete : wukamise umlomo wako ka-
kulu, ndandiyakuwuzalisa.
12 Kuloko abantu bam bengalipulapulanga
ilizwi lam : no-Sirayeli abandivumanga.
13 Ndaza ndabayekelela entandweni yenkli-
ziyo zabo : bawalandela namaqinga abo.
14 Akwaba abantu bam bebelipulapule ili-
zwi lam : ngokuba ukuba o-Sirayeli bebehambe
ngendhlela zam,
15 Ngendisendizitobile intshaba zabo : nda-
sibekisela ezintshabeni zabo isandhla sam.
16 Abebeyitiya i-Nkosi ngebesebezilahlela
kuyo : kanti elabo ixesha beliyakuhlala kude
kube ngunapakade.
17 Ibiyakubadhlisa inqolowa ecumileyo: nge-
ndikukolisile ngobusi basemaweni.



Digitized by
INTERNET ARCHIVE
Original from
LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LXXXII.

U-Tixo umi enklanganisweni yabanamandhla : ungumgwebi pakati kwabagwebi.

2 Kwoda kube ninina nigweba ngenkohliso : nisamkele ubuso babakohlakeleyo?

3 Bagwebeleni abangamahlwempu nabazinkedama : nibalungisele ababandezelweyo nabasweleyo.

4 Bakululeni abalahliweyo nabangamahlwempu : bagcineni esandhleni sabakohlakeleyo.

5 Ababuvumi ubulumko nokuqonda, bahamba ebumnyameni : zonke izisekelo zomhlaba zishukunyiswe.

6 Ndite, Ningotixo : nonke ningabantwana b-Opezu konke.

7 Kodwa niyakufa njengabantu : nibube njengowasezinkosini.

8 Vuka, Tixo, uwugwebe umhlaba : ngokuba nguwe oyakuzifuya zonke izizwe.

### ICULO LXXXIII.

UZ' ungati cwaka, Tixo, zungati tu : zungati cwaka, Tixo.

2 Ngokuba intshaba zako ziya*r*o*r*a : nabakutiyayo bayipakamisile inkloko yabo.

3 Bacebisene ngamaqinga ngakubo abantu bako : baqingene ngakubo abafihliweyo bako.

4 Bate, Yizani sibagqibe, bangabisabi sisizwe : lize igama elingu-Sirayeli lingabisakunjulwa.

5 Ngokuba bacebene ngenkliziyonye : bevukelene nawe;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

6 Intente zama-Edome, nezama-Shimayeli : nezama-Mowabi, nezama-Hagare ;

7 O-Gebale, no-Hamone, no-Amaleki : ama-Filisiya, nabemi base-Tire.

8 O-Asure bahlangene nabo : baluncedile usapo luka-Lote.

9 Bafanise no-Midiyane : njengo-Sisera, no-Jabine emlanjeni we-Kisone ;

10 Ababubela e-Hendore : baba njengo-mgquba opantsi.

11 Zenze inkosana zabo zibe njengo-Horebe no-Zebe : bati nabo bonke abapati babo babe njengo-Zeba no-Zalmana ;

12 Abebete, Masizitabatele : izindhlu zika-Tixo.

13 Zubenze babe njengesiqenqeleko, Tixo wam : nanjengenkunkuma epambi kwomoya ;

14 Njengehlati elitshiswa ngumlilo : nanje-ngentaba ezivuta lilangatye.

15 Zubenjenjalo ukubazinga ngoqwitela lwa-ko : uboyikise ngesaqwiti sako.

16 Budanise ubuso babo : baze balifune iga-ma lako, Nkosi.

17 Mabadaniswe bakatazeke kude kube ngu-napakade : mabadaniswe batshabalale.

18 Babeyakwazi ukuba wena ogama lingu-Ye-hova wedwa : ungopezu konke emhlabeni wonke.

## ICULO LXXXIV.

HAYI ukutandeka kwezindhlu zako : Nkosi yezihlwele !

2 Umpefumlo wam ungxamel' ukungena emakusini e-Nkosi : inkliziyo yam nenyama yam zigcobele ku-Tixo ohleliyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 Ihobohobo lifumene indawo, nenkonjane izifumanele indhlu, apo zingawabekela kona amatole azo : kwaselatareni yako, Nkosi yezihlwele, Kumkani wam no-Tixo wam.

4 Banetamsanqa abahleli endhlwini yako : bayakuhlala bekubonga.

5 Unetamsanqa umntu omandhla akuwe : ondhlela zako zisenkliziyweni yake.

6 Oti ewela emfuleni wosizi awenze ube ngumtombo : nemvula iyawazalisa amacibi.

7 Bayahamba kwamandhla ngamandhla : bayabonakala bonke pambi kwo-Tixo e-Ziyone.

8 Wupulapule umtandazo wam, Nkosi Tixo wezihlwele : nikela indhlebe, Tixo ka-Yakobi.

9 Kangela, Tixo olikaka letu : bukangele ubuso bomtanjiswa wako.

10 Imininye emakusini ako : iyaligqitisa newaka.

11 Ndingaba ndingumgcinumnyango endhlwini ka-Tixo wam : pezu kwokuba ndihlale ezintenteni zenkohlakalo.

12 Ngokuba i-Nkosi engu-Tixo ililanga nekaka : i-Nkosi iyakusipa ufefe nobungcwalisa, ingayikubavimba nto elungileyo abahamba ngokunyanisekileyo.

13 Nkosi yezihlwele : unetamsanqa umntu olibekela kuwe itemba lake.

## ICULO LXXXV.

NKOSI, uwenzele ngesisa umhlaba wako : ukubuyisile ukutinjwa kuka-Yakobi.

2 Uyixolele inkohlakalo yabantu bako : wazifihla zonke izono zabo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 Uwudambisile wonke umsindo wako : wa-
buya ebushushwini bengqumbo yako.
4 Sibuyise, Tixo wosindiso lwetu : uyisuse
ingqumbo yako kuti.
5 Uyakuhlala usiqumbele kude kube nguna-
pakade na : uyakuyolula ingqumbo yako kwi-
sizukulwana ngesizukulwana na?
6 Akuyikubuya usipilise na : baze abantu
bako bavuye ngawe?
7 Sibonise ububele bako, Nkosi : usipe ne-
nkululo yako.
8 Ndiyakuyipulapula into eyakutetwa yi-
Nkosi engu-Tixo : ngokuba iyakuteta uxolo
ebantwini bayo, nakubangcwele bayo, baze
bangabuyeli ebudengeni.
9 Ngokuba inkululo yayo ikufupi kubayoyi-
kayo : buze ubungcwalisa buhlale ezweni
letu.
10 Inyaniso ikaulelene nobubele : nobulu-
ngisa bangene noxolo.
11 Inyaniso iyakukula emhlabeni : nobulu-
ngisa buyakukangela pantsi busezulwini.
12 INkosi iyakusipa okulungileyo : nomhla-
ba wetu uyakusinikela ukucuma kwawo.
13 Ubulungisa buyakuhamba pambi kwake :
busibeke endhleleni yamanyatela ake.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO LXXXVI.

YITOBELE pantsi indhlebe yako, Nkosi,
undipulapule : ngokuba ndilihlwempu ndi-
swele.
2 Wugcine umpefumlo wam, ngokuba ndi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngongcwele : Tixo wam, sisindise isicaka sako
esitembela kuwe.
3 Yiba nofefe kum, Nkosi : ngokuba ndo-
hlala ndibizela kuwe.
4 Wuvuyise umpefumlo wesicaka sako : ngo-
kuba ndiyawupakamisela kuwe, Nkosi, umpe-
fumlo wam.
5 Ngokuba wena, Nkosi, ungolungileyo no-
xolelayo : nowenzayo ngofefe olukulu kubo
bonke ababizela kuwe.
6 Wupulapule, Nkosi, umtandazo wam :
ulive nelizwi lezikungo zam.
7 Ngemini yembandezelo yam ndiyakubizela
kuwe : ngokuba uyakundipendula.
8 Pakati kwotixo akuko onjengawe, Nkosi :
akuko misebenzi efana neyako.
9 Zonke izizwe ozidalileyo ziyakuza zibede-
she pambi kwako, Nkosi : zilidumise igama
lako.
10 Ngokuba umkulu wena, ungowenz' imi-
mangaliso : ungu-Tixo wedwa.
11 Ndifundise indhlela yako, Nkosi, nda-
ndiyakuhamba enyanisweni yako : yiqinise
inkliziyo yam ekuloyikeni igama lako.
12 Ndiyakukudumisa ngenkliziyo yam yo-
nke, Nkosi engu-Tixo wam : ndilibonge nega-
ma lako kude kube ngunapakade.
13 Ngokuba ufefe lwako lukulu ngakum :
nompefumlo wam uwukupile esihogweni sa-
ngapantsi.
14 Tixo abazidhlayo bavukelene nam : ne-
nklanganiso zababandezeli ziwusukele umpe-
fumlo wam, zingakubekanga pambi kwame-
hlo azo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

15 Kodwa wena, Nkosi Tixo, ungonosizi nobubele : ungoqumba kade, ungozele lutaru nayinyaniso.

16 Maubuyele kum, ube notaru pezu kwam : sinike isicaka sako amandhla ako, umsindise nonyana wesicakakazi sako.

17 Ndibonise umqondiso wokulungileyo, baze abanditiyayo bawubone, badaniswe : ngokuba wena, Nkosi, undincedile, wandonwabisa.

### ICULO LXXXVII.

IZISEKELO zayo zisezintabeni ezingcwele : i-Nkosi iyawatanda amasango e-Ziyone pezu kwazo zonke intente zakwa-Yakobi.

2 Kutetwa into ezibungcwalisa ngawe : wena sixeko sika-Tixo.

3 Ndiyakukankanya i-Rahabe ne-Babilone : kubandaziyo.

4 Yikangeleni i-Filisiya : ne-Tire ne-Tiyopiya ; lomntu wazalelwa kona.

5 Nangayo i-Ziyone kuyakutiwa, lomntu nalò bazalelwa kuyo : n-Opezu konke uyakuyiqinisa.

6 INkosi iyakuxela, yakubabala abantu : ngokuti lomntu wazalelwa kona.

7 Beko nabaculi nabavutel' amaxilongo : yonke imitombo yam ikuwe.

### ICULO LXXXVIII.

NKOSI Tixo wenkululo yam, ndibizile pambi kwako emini nasebusuku : umtandazo wam mawungenele kuwe, yitobele indhlebe yako ngakuso isikalo sam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Ngokuba umpefumlo wam uzele bubunzima : nobomi bam buyasondela engcwabeni.

3 Ndibalelwe ndawonye nabahlele esihogweni : ndanjengomntu ongenamandhla.

4 Ndikululekile pakati kwabafileyo, ndinjengababuleweyo abalele engcwabeni : abangabisakunjulwa, nabanqanyulweyo esandhleni sako.

5 Undingenisile esihogweni sangapantsi : ebumnyameni, nasezinzulwini.

6 Umsindo wako unzima pezu kwam : undibandezele ngawo onke amaza ako.

7 Abazana nam ubasusile kude kum : wandenza ndasisidelwa sabo.

8 Ndivalelwe ngokuqinisekileyo : ndize ndingabi nakupuma.

9 Iliso lam liyalila ngenxa yobunzima : ndibizele kuwe, Nkosi, imihla ngemihla, ndazolula izandhla zam ngakuwe.

10 Uyakwenza imimangaliso pakati kwabafileyo na : abafileyo bayakubuya bavuke, bakudumise na?

11 Izibele zako ziyakubonakaliswa engcwabeni na : nenyaniso yako ekutshabalaleni na?

12 Imimangaliso yako iyakwaziwa ebumnyameni na : nobulungisa bako emhlabeni wokulibala na?

13 Ndibizele kuwe, Nkosi : nomtandazo wam uyakuza pambi kwako kwakusasa.

14 Uwulahlele nina umpefumlo wam, Nkosi : ubufihlele nina ubuso bako kum?

15 Ndibandezelekile, ndinjengozakufa : ndizitwele kwa sebutsheni bam izoyikiso zako ngenkliziyo ekatazekileyo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

16 Umsindo wako udhlule pezu kwam : izo-
yikiso zako zindinqamle.
17 Zandi*r*aula imihla ngemihla njengama-
nzi : zandivingcela ngamacala onke.
18 Abatandi bam nezihlobo zam uzisusile
kude kum : nabandaziyo ubafihlile emehlweni
am.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO LXXXIX.

NDIYAKUHLALA ndicula ngazo izibele ze-
Nkosi : nditi nangumlomo wam ndishu-
mayele inyaniso yako kwisizukulwana ngesi-
zukulwana.
2 Ngokuba bendite, Ububele buyakuqiniswa
kude kube ngunapakade : nenyaniso yako
uyakuyiqinisela kwasemazulwini.
3 Ndilwenzile ucebano nomqashwa wam :
ndifungile ku-Davide osisicaka sam ;
4 Inzalo yako ndiyakuyiqinisa kude kube
ngunapakade : ndisake nesihlalo sobukumka-
ni bako kuzo zonke izizukulwana.
5 Amazulu ayakuyidumisa imimangaliso ya-
ko, Nkosi : nenyaniso yako enklanganisweni
yabangcwele.
6 Ngokuba kuko banina ezulwini : ongali-
nganiswa ne-Nkosi ?
7 Kuko banina pakati kwonyana babanama-
ndhla : ongafaniswa ne-Nkosi ?
8 U-Tixo ungoyikekayo enklanganisweni ya-
bangcwele : woyikekile kubo bonke abamngqo-
ngayo.
9 Nkosi Tixo wezihlwele, ngubanina onje-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngawe : inyaniso yako, Nkosi enamandhla
onke, isemacaleni onke.
10 Nguwe okupatayo ukulwa kwolwandhle :
kwakupakama amaza alo, uyawazolisa.
11 Uyoyisile i-Jipete wayitshabalalisa : uzi-
citile intshaba zako ngengalo yako enama-
ndhla.
12 Amazulu angawako, nomhlaba ungowa-
ko : uwusekele umhlaba, nokuzaliseka kwawo.
13 Amacala angasenkla nawasezantsi ada-
liwe nguwe : i-Tabore ne-Heremone ziyaku-
vuyela egameni lako.
14 Unengalo enamandhla : isandhla sako
somelele, sipakamile nesokunene sako.
15 Ubulungisa nobugwebo buyinklalo yo-
bukumkani bake : ufefe nenyaniso ziyakuba-
ndulela ubuso bako.
16 Banetamsanqa abantu, Nkosi, abavuyele
kuwe : bayakuhamba ekukanyeni kwobuso bako.
17 Bayakuhlala bevuyela egameni lako :
bapakanyiswe nasebulungiseni bako.
18 Ngokuba nguwe obubungcwalisa bama-
ndhla abo : nopondo lwetu luyakupakanyiswa
bububele bako.
19 Ngokuba i-Nkosi ilikaka letu : Oyi-
ngcwele wakwa-Sirayeli ungu-Kumkani wetu.
20 Wauteta kubangcwele bako ngeziboniso,
usiti : Ndilubekile uncedo pezu kwonama-
ndhla ; ndapakamisa obeqashiwe pakati kwa-
bantu.
21 Ndimfumene u-Davide osisicaka sam :
ndimtambisile ngeoli yam engcwele.
22 Ndiyakumgcina ngesandhla sam : ndimo-
meleze nangengalo yam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

23 Utshaba aluyikumenza bubi : nonyana
wenkohlakalo akayikumbandezela.
24 Ndiyakuzikahlela pantsi intshaba zake
pambi kwobuso bake : ndibabandezele naba-
mtiyayo.
25 Kodwa inyaniso yam nofefe lwam luya-
kuba pambi kwake : nopondo lwake luyaku-
pakanyiswa egameni lam.
26 Ubukosi bake ndiyakububeka elwa-
ndhle : nesokunene sake emilanjeni.
27 Uyakubizela kum ngokuti, Ungubawo :
no-Tixo wam, nolwalwa lwosindiso lwam.
28 Ndandiyakumenza abe ngumazibulo
wam : abe ngapezu kwabo okumkani bo-
mhlaba.
29 Ndiyakumgcinela ububele bam kude
kube ngunapakade : nocebano lwam luyaku-
hlala luqinile kuye.
30 Inzalo yake iyakuhlala kude kube ngu-
napakade : nesihlalo sobukumkani bake nje-
ngemihla yezulu.
31 Kodwa bakuwulahla umteto wam aba-
ntwana bake : bangahambi ngezigwebo zam ;
32 Xeshekweni bazapulayo izimiselo zam,
bangayigcini imiteto yam : ndandiyakuzo-
hlwaya izigqito zabo ngezibeto, nenkohlakalo
yabo ngemivimbo.
33 Kodwa andiyikubuhluta kuye ububele
bam : nenyaniso yam ayiyikuxoka.
34 Ucebano lwam andiyikulwapula, ndinga-
yiguquli nento epumileyo emlonyeni wam :
kakanye endifungile ngobungcwele bam, oko-
kuba andiyikumxokisa u-Davide.
35 Inzalo yake iyakuhlala kude kube ngu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

napakade : nesihlalo sake sobukumkani njengelanga pambi kwam.
36 Iyakuqiniswa kude kube ngunapakade njengenyanga : nanjengengqina elinyanisekileyo ezulwini.
37 Kodwa wena umlahlile, wamdela : wamqumbela umtanjiswa wako.
38 Ulwonakalisile ucebano lwomntu wako : nesitsaba sake usilahlele pantsi.
39 Uziwisile zonke indonga zake : nezindhlu zake ezinqabileyo uzitshabalalisile.
40 Bonke abadhlulayo bampanga : wasisidelwa kubamelwane bake.
41 Usipakamisile isandhla sokunene sentshaba zake : ubavuyisile bonke abamtiyayo.
42 Uwenze butuntu uhlangoti lwe*r*ele lake : awamomeleza ekulweni.
43 Ubucimile ubungcwalisa bake : nesihlalo sake sobukumkani usikahlele pantsi.
44 Imihla yobutsha bake uyincipisile : wamgubungela ngodano.
45 Kwoda kube ninina, Nkosi, uyakuzifihla kude kube ngunapakade na : umsindo wako uyakuvuta njengomlilo na?
46 Bukumbule ubufutshane bexesha lam : abantu bonke wafumana wabenza na?
47 Ngowupina opilileyo ongayikukubona ukufa : kuko ongawukululayo umpefumlo wake esandhleni sengcwaba na?
48 Nkosi, zipina izibele zako zakudala : owabuzifungele ku-Davide enyanisweni yako?
49 Kukumbule, Nkosi, ukudelwa kwezicaka zako : ndizinyamezele esifubeni sam izidelo zabantu bonke abanamandhla;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

50 Ezite intshaba zako zakudela ngazo, Nkosi, zawagxeka namanyatela omtanjiswa wako : Maidunyiswe i-Nkosi kude kube ngunapakade. Amen, kwa nokuti, Amen.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO XC.

NKOSI, ubuyindawo yetu yokupepela : kwisizukulwana ngesizukulwana.

2 Zingekazalwa intaba nanxa ubungekadali umhlaba nelizwe : kwa kungunapakade kude kube ngunapakade ungu-Tixo.

3 Uyamguqulela entshatyalalisweni umntu : ubuye uti, Buyani, bonyana babantu.

4 Ngokuba ebusweni bako iminyaka iliwaka injengemini yayizolo : nxa igqitileyo, nanjengevarasho ebusuku.

5 Uyemka nabo njengomsinga, banjengobutongo : bayabuna kamsinya njengengca.

6 Eti kusasa imile ihlume : kanti ngokuhlwa iyanqanyulwa, ibune.

7 Ngokuba sitshatyalaliswa yingqumbo yako : setuswe ngomsindo wako.

8 Izikohlakalo zetu uzibekile pambi kwako : nezono zetu zangasese uzibekile ekukanyeni kwobuso bako.

9 Ngokuba wakuba nomsindo, yonke imihla yetu ipelile : iminyaka yetu iyadhlula njengembali.

10 Imihla yeminyaka yetu iyiminyaka emashumi asixenxe ; nakuba iti ngenxa yamandhla ibe ngamashumi asibozo : amandhla ayo



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

aba lusizi nobubi, ngokuba inqanyulwe kamsinya, singabisabiko.

11 Ngubanina owaziyo amandhla omsindo wako : kwanjengokwoyikwa kwako, injalo ingqumbo yako.

12 Sifundise size siyibale imihla yetu : size sizibekisele ebulumkweni inkliziyo zetu.

13 Buya, Nkosi, kwoda kube ninina : makube lusizi kuwe ngenxa yezicaka zako.

14 Sikolise kwakusasa ngezibele zako : size sigcobe sivuye ngayo yonke imihla yetu.

15 Sivuyise ngenxa yemihla wabusibandezela ngayo : nangenxa yeminyaka ebesisiva ububi ngayo.

16 Umsebenzi wako maubonakale ezicakeni zako : nobungcwalisa bako elusatsheni lwazo.

17 Mabuti ubuhle be-Nkosi engu-Tixo wetu bube pezu kwetu : uwuqinise umsebenzi wezandhla zetu pezu kwetu, kwa umsebenzi wezandhla zetu uwuqinise.

## ICULO XCI.

OHLELI endaweni yokupepela y-Opezu konke : uyakuhlala esitunzini s-Onamandhla onke.

2 Ndiyakuti ngayo i-Nkosi, Uyindawo yam yokupepela, nenqaba yam : ungu-Tixo wam, ndiyakutembela kuwe.

3 Ngokuba eyakukusindisa emgibeni womtiyeli wentaka : nakumkuhlane otshabalalisayo.

4 Uyakukugqubutela ngentsiba zake, wauyakutembela pantsi kwamapiko ake : inyaniso yake iyakuba likaka lako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

5 Akuyikusoyika isoyikiso sasebusuku : no-
tolo olubalekayo emini ;
6 Nesifo esibubisayo esihamba ebumnyame-
ni : nesitshabalalisayo emini enkulu.
7 Kuyakuwa iwaka ecaleni lako, namawaka
alishumi ngasekunene kwako : kuloko singa-
yikusondela kuwe.
8 Wauyakukangela ngamehlo ako : ubone
umvuzo wabakohlakeleyo.
9 Ngokuba uyenzile i-Nkosi elihlati lam :
kwa Opezu konke abe yinklalo yako ;
10 Akuyikuhlelwa bububi: nesifo esibubisayo
asiyikusondela endhlwini yako.
11 Ngokuba eyakuziyala ingelosi zake nga-
we : ukuba zikugcine ezindhleleni zako zonke.
12 Ziyakukufunqula ngezandhla zazo : hleze
unyawo lwako lunqubeke etyeni.
13 Wauyakunyatela pezu kwengonyama ne-
*r*amba : itole lengonyama nenamba uyakuzi-
nyatela pantsi kwenyawo zako.
14 Ngenxa yokuba utando lwake elubeke
pezu kwam, ndiyakumkulula : ndiyakumpaka-
misa ngokuba elazile igama lam.
15 Uyakubizela kum, ndandiyakumpendula :
ndiyakuba kuye ebunzimeni ; ndimkulule,
ndimnike udumo.
16 Ndiyakumkolisa ngobomi obude : ndi-
mbonise inkululo yam.

## ICULO XCII.

KUYINTO elungileyo ukubulela e-Nkosini : nokucula amaculo egameni lako, Wena opezu konke ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Ukulushumayela ufefe lwako kwakusasa : nenyaniso yako ngexesha lasebusuku ;
3 Ngohadi olunentambo ezilishumi, ngogwali : nangohadi olulizwi lilusizi.
4 Ngokuba wena, Nkosi, undivuyisile ngomsebenzi wako : ndiyakugcoba ngayo imisebenzi yezandhla zako.
5 Hayi ukuba mikulu kwemisebenzi yako, Nkosi : nenkumbulo zako zinzulu kakulu.
6 Umntu osidenge akakwazi oku : negeza alikuqondi.
7 Bakuhluma njengengca abakohlakeleyo, nanxa batyebayo bonke abenzi bokukohlakeleyo : bayakutshatyalaliswa kude kube ngunapakade ; kodwa wena, Nkosi, ungopezu konke kude kube ngunapakade.
8 Ngokuba intshaba zako, Nkosi, intshaba zako ziyakutshabalala : bonke abenzi bokukohlakeleyo bayakucitakala.
9 Kodwa upondo lwam uyakulupakamisa njengolwomkombe : ndiyakutanjiswa ngeoli entsha.
10 Neliso lam liyakuyibona intando yalo pezu kwentshaba zam : nendhlebe zam ziyakuyiva intando yazo ngabo abakohlakeleyo abavukelene nam.
11 Olungileyo uyakucuma njengesundu : uyakuhluma njengomtomboti wase-Lebanone.
12 Abatyaliweyo endhlwini ye-Nkosi : bayakutyatyamba emakusini ka-Tixo wetu.
13 Bayakuxakata nanxa balupeleyo : bocuma babeluhlaza ;
14 Kuze kubonakale ukuba i-Nkosi ilungile : ilulwalwa lwam, kungeko nkohliso kuyo.

Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XCIII.

INKOSI ingu-Kumkani, yambete ubungcwalisa : i-Nkosi yambete amandhla, yazibinqa ngawo.

2 Nomhlaba uqinisiwe : uze ungabi nakushukunyiswa.

3 Isihlalo sako sobukumkani siqinisiwe kwakudala : ungowanapakade.

4 Imisinga iwapakamisile, Nkosi, imisinga iwapakamisile amazwi ayo : namaza ayo imisinga iwapakamisile.

5 Amaza olwandhle anamandhla, ayagquma ngokwoyikekayo : kodwa i-Nkosi engapezu konke ingapezu kwawo.

6 Izingqinelo zako zeziyinyaniso kanye : ubungcwele buyifanele indhlu yako, Nkosi, kude kube ngunapakade.

### ICULO XCIV.

NKOSI Tixo wempindezelo : Tixo wempindezelo, zibonakalise.

2 Zipakamise, wena mgwebi womhlaba : bapindezele ngokubafaneleyo abane*r*atshi.

3 Nkosi, kwoda kube ninina : bevuyelela abakohlakeleyo ?

4 Kwoda kube ninina beteta ngokulukuni : beziqayisela bonke abenzi bokukohlakeleyo ?

5 Bayababapula abantu bako, Nkosi : balibandezele ilifa lako.

6 Umhlolokazi nowasemzini bayababulala : nenkedama bayazibubisa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE · Original from LIBRARY OF CONGRESS

7 Kanti bati, INkosi ayiyikubona : u-Tixo
ka-Yakobi akayikukatala.
8 Lumkani nina bazidenge ebantwini : nani
mageza noda niqonde ninina?
9 Obetyala indhlebe akayikuva na : nobe-
dala iliso akayikubona na?
10 Nozilulekayo izizwe, akayikwohlwaya na :
enguye ofundis' abantu ubulumko nje?
11 INkosi iyazazi inkumbulo zabantu : uku-
ba zikokungendawo.
12 Unetamsanqa umntu omlulekayo, Nkosi :
nomfundisayo imiteto yako ;
13 Ukuze umnike ukupumla ngemini yo-
bubi : bade bambelwe isihogo abakohlakeleyo.
14 Ngokuba i-Nkosi ayiyikubashiya abantu
bayo : ingayikulilahla nelifa layo ;
15 Kodwa umgwebo uyakubuyela ebulungi-
seni : baze bonke abalungileyo bawulandele.
16 Ngubanina oyakupakama ndawonye nam
ngakubo abakohlakeleyo : ngubanina oyaku-
ndinceda ngakubo abenzi bokungalungileyo?
17 Ukuba i-Nkosi ibingandincedanga : nge-
wusewoyisiwe umpefumlo wam.
18 Kute ndakuti, Unyawo lwam lwatyibi-
lika : ububele bako, Nkosi, bandixasa.
19 Ebuninzini bosizi obelusenkliziyweni
yam : izitutuzelo zako zawuvuyisa umpefumlo
wam.
20 Isihlalo senkohlakalo siyinto kuwe na :
sidala ububi ngomteto nje?
21 Bayahlanganisana ngakuwo umpefumlo
wolungileyo : baligwebe igazi elingenatyala.
22 Kodwa i-Nkosi iyinqaba yam : no-Tixo
wam ungamandhla etemba lam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

23 Uyakuyibuyisela pezu kwabo inkohlakalo yabo, abanqamle kwasesonweni sabo : i-Nkosi engu-Tixo wetu iyakubatshabalalisa.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO XCV.

YIZANI masiculele e-Nkosini : masivuye ngenkliziyo emandhleni osindiso lwetu.

2 Masize ebusweni bayo ngombulelo : sigcobele kuyo ngamaculo.

3 Ngokuba i-Nkosi ingu-Tixo omkulu : ingu-Kumkani omkulu pezu kwabo bonke otixo.

4 Zonke inzulu zomhlaba zisesandhleni sayo : namandhla entaba ngawayo.

5 Ulwandhle lolwayo, yalwenza : nezandhla zayo zadala umhlaba owomileyo.

6 Yizani masibedeshe, sitobele pantsi : siguqe ngamadolo pambi kwe-Nkosi engu-Mdali wetu.

7 Ngokuba yi-Nkosi engu-Tixo wetu : tina singabantu besidhlelo sayo, negusha zesandhla sayo.

8 Namhla ukuba niyakuliva ilizwi layo, maningazenzi lukuni inkliziyo zenu : njengokwasengqunjisweni, nanjengemini yokundilinga kwenu enklango ;

9 Okuya oyihlo benu bandihenda : bandilinga, babona imisebenzi yam.

10 Iminyaka yamashumi mane ndadaniswa sesizukulwana, ndaza ndati : Ngabantu abapambukayo ngenkliziyo, ngokuba abazazanga indhlela zam ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE	Original from LIBRARY OF CONGRESS

11 Endafunga kubo emsindweni wam : oko-
kuba abasayikungena ekupumleni kwam.

ICULO XCVI.

CULANI e-Nkosini iculo elitsha : culani e-
Nkosini mhlaba wonke.
2 Culani e-Nkosini, nilidumise igama layo :
niyishumayele inkululo yayo imihla ngemihla.
3 Lushumayeleni udumo lwayo pakati kwe-
zizwe : nemimangaliso yayo ebantwini bonke.
4 Ngokuba i-Nkosi inkulu, ifanel' ukudunyi-
swa ngokukulu : ifanel' ukwoyikwa pezu kwa-
bo bonke otixo.
5 Ngokuba zonke izitixo zezizwe zizidalo :
kodwa yi-Nkosi eyadala amazulu.
6 Udumo nobukulu bupambi kwayo : ubu-
ngcwalisa namandhla asendaweni yayo e-
ngcwele.
7 Nikelani e-Nkosini, nina zinklanga zaba-
ntu : nikelani e-Nkosini udumo namandhla.
8 Nikelani e-Nkosini udumo olufanel' igama
layo : zisani iminikelo, ningene emakusini
ayo.
9 Yibedesheni i-Nkosi ebuhleni bobungcwe-
le : yoyikani pambi kwayo, mhlaba wonke.
10 Yitini pakati kwezizwe, i-Nkosi ingu-
Kumkani : umhlaba uyaqiniswa ude ungabi
nakushukunyiswa ; iyakugweba ebantwini
ngokulungileyo.
11 Malivuye izulu, mawugcobe umhlaba :
malugqume ulwandhle, nako konke okukulo.
12 Maligcobe ilizwe, nento zonke ezikulo :
ize ivuye yonk' imiti yasehlatini pambi kwe-
Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

13 Ngokuba iyeza, iza kugweba umhlaba : iyakugweba umhlaba ngobulungisa, nabantu ngenyaniso yayo.

ICULO XCVII.

INKOSI ingukumkani, mawuvuye umhlaba : nesininzi seziqiti masigcobe.
2 Igutyungelwe ngamafu nangobumnyama : inklako yobukumkani bayo ibubulungisa nomgwebo.
3 Kuko umlilo ohamba pambi kwayo : nozitshisayo intshaba zayo emacaleni onke.
4 Imibane yayo yawukanyisa umhlaba : wakubona umhlaba, wangcangcazela.
5 Intaba zanyibilika njengomtwebeba ebusweni be-Nkosi : ebusweni be-Nkosi yomhlaba wonke.
6 Amazulu ayashumayela ubulungisa bayo : nabantu bonke bayabubona ubungcwalisa bayo.
7 Mabadaniswe bonke abakonz' izidalo eziqingqiweyo, nabaqayisayo ngezitixo zabo : yibedesheni yona, nonke nina botixo.
8 I-Ziyone yeva yavuya : nentombi zakwa-Juda zagcoba, ngenxa yezigwebo zako, Nkosi.
9 Ngokuba wena, Nkosi, upezulu kubo bonke abasemhlabeni : upakamile kakulu pezu kwabo bonke otixo.
10 Nina enitandayo i-Nkosi yitiyeni inkohlakalo : iyayigcina imipefumlo yabangcwele bayo ; iyabakulula esandhleni sabakohlakeleyo.
11 Kuvele ukukanya kubalungisayo : novuyo kubalungileyo enkliziyweni.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

12 Vuyani e-Nkosini nina balungileyo : nibulele nakukumbula ubungcwele bayo.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO XCVIII.

CULELANI e-Nkosini iculo elitsha : ngokuba yenzile imimangaliso.

2 Ngesandhla sayo sokunene, nangengalo yayo eyingcwele : izizuzele isoyiso.

3 INkosi ilushumayele usindiso lwayo : ubulungisa bayo ibubonakalisile ebusweni bezizwe zonke.

4 Ilukumbule ufefe nenyaniso ngakuyo indhlu yo-Sirayeli : nazo zonke incam zomhlaba zilubonile usindiso lo-Tixo wetu.

5 Gcobani e-Nkosini, nonke nina mihlaba : culani, nivuye, nenze imibulelo.

6 Yibongeni i-Nkosi ngohadi : culani ngohadi iculo lombulelo.

7 Ngamaxilongo nangexilongo elikulu : gcobani pambi kwe-Nkosi engu-Kumkani.

8 Ulwandhle malugqume, nako konke okupakati kwalo : umhlaba, nabahleli kuwo.

9 Imilambo mayombele, nenduli mazivuye kunye pambi kwe-Nkosi : ngokuba iza kugweba umhlaba.

10 Iyakugweba ilizwe ngokulunga : nabantu ngokulungileyo.

### ICULO XCIX.

INKOSI ingu-Kumkani, abantu mabangcangcazele : ihleli pakati kwekerubime, umhlaba mawushukunyiswe.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 INkosi inkulu e-Ziyone : ipakamile nga-
pezu kwabantu bonke.
3 Mabalidumise igama lako elikulu, neloyi-
kekayo : ngokuba liyingcwele.
4 Amandhla okumkani ayawutanda umgwe-
bo ; ukuqinisile okulungileyo : ungowenza
umgwebo nobulungisa pakati kwo-Yakobi.
5 Yipakamiseni i-Nkosi engu-Tixo wetu :
niguqe pambi kwesihlalo sayo, ngokuba iyi-
ngcwele.
6 O-Mosesi no-Arone bepakati kwabapriste
bayo, no-Samyeli kwababizel' egameni layo :
babizela e-Nkosini, yabapendula ke.
7 Yateta kubo isentsikeni yelifu : bazigcina
izingqinelo zayo, nomteto eyabanika wona.
8 Nkosi Tixo wetu, waubapulapula bona :
waungu-Tixo obaxolelayo, nakuba ubapinde-
zele ngenxa yamaqinga abo.
9 Yipakamiseni i-Nkosi engu-Tixo wetu, ni-
bedeshe entabeni yayo engcwele : ngokuba
ingcwele i-Nkosi engu-Tixo wetu.

## ICULO C.

VUYELANI e-Nkosini, nonke nina mihla-
ba : yikonzeni i-Nkosi ngovuyo, nize ebu-
sweni bayo ngemigcobo.
2 Yazini ukuba i-Nkosi ingu-Tixo : nguye
osidalileyo asi siti, singabantu bake, negusha
zesidhlelo sake.
3 Ngenani emasangweni ake ngombulelo,
nasemakusini ake ngomdumiso : bulelani kuye,
nilidumise igama lake.
4 Ngokuba i-Nkosi inobubele ufefe lwayo



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

lungunapakade : nenyaniso yayo ihlal' iko kwizizukulwana ngezizukulwana.

## ICULO CI.

NDIYAKUCULA ngalo ufefe nangomgwebo : ndiculele kuwe, Nkosi.

2 Maundipe ukuqonda : endhleleni yobulungisa.

3 Woda uze ninina kum : ndiyakuhamba endhlwini yam ngenkliziyo emhlope.

4 Andiyikubeka nto ekohlakeleyo pambi kwamehlo am ; ndiyayizonda imisebenzi yabapambukayo : ayiyikunamatela kum.

5 Inkliziyo engevayo iyakumka kum : nokohlakeleyo andiyikumazi.

6 Ohleb' umelwane wake ngasese : ndiyakumnqamla.

7 Nomehlo ane*r*atshi nonkliziyo epakamileyo : andiyikumvuma.

8 Amehlo am ayakuba pezu kwabanyanisekileyo emhlabeni : ukuze bahlale nam.

9 Ohamba endhleleni elungileyo : nguye oyakuba sisicaka sam.

10 Owenz' inkohliso akayikuhlala endhlwini yam : notet' ubuxoki akayikuma ekuboneni kwam.

11 Ndiyakubatshabalalisa bonke abakohlakeleyo abasemhlabeni ngexeshana : ndize ndibancotule bonke abenzi benkohlakalo esixekweni se-Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CII.

WUPULAPULE umtandazo wam Nkosi nesikalo sam masifikelele kuwe.
2 Zungandifihleli ubuso bako ngemini ye
mbandezelo : yitobele kum indhlebe yako
undipendule kamsinya nxa ndibizayo.
3 Ngokuba imihla yam itshabalele njengo-
msi : namatambo am atshisiwe njengelahle.
4 Inkliziyo yam itotyiwe, ibunile njenge-
ngca : ndide ndilibale nokusidhla isonka sam.
5 Ngenxa yelizwi lokugula kwam : amata-
mbo am ati nama esikumbeni sam.
6 Ndinjengengcwangube esenklango : na-
njengesikova esisebugxwayibeni.
7 Ndiyalinda njengenkonjane : ehleli yodwa
pezu kwendhlu.
8 Intshaba zam ziyandigxeka imini yonke
nabanomsindo nam bafungile ngakum.
9 Ndilutyile ututu njengesonka : nokusela
kwam ndikudibanisile nenyembezi ;
10 Ngenxa yengqumbo yako nomsindo wa
ko : ngokuba undipakamisile, wandikahlela
pantsi.
11 Imihla yam itshabalele njengesitunzi
ndibunile njengengca eyomileyo.
12 Kodwa wena, Nkosi, uyakuhlala kud
kube ngunapakade : nesikumbuzo sako kwizi
zukulwana ngezizukulwana.
13 Uyakuzipakamisa ube nofefe pezu kwe
Ziyone : ngokuba ixesha selifikile, ixesha lo
kuba ube nobubele pezu kwayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Ngokuba izicaka zayo ziyawakumbula amatye ayo : kulusizi kuzo zakuyibona iselutulini.

15 Izizwe ziyakuloyika igama le-Nkosi : nabo bonke okumkani bomhlaba bayakwoyika ubukulu bako.

16 Iyakuti i-Nkosi yakuyaka i-Ziyone : yandule ibonakale ebungcwaliseni bayo.

17 Iyakuwupulapula umtandazo wabasweleyo : ingasideli isicelo sabo.

18 Oku kuyakubalelwa izizukulwana ezizakuza : nabantu abayakudalwa bayakuyibonga i-Nkosi.

19 Ngokuba ibikangele pantsi isendaweni yayo engcwele : i-Nkosi yawukangela umhlaba isezulwini ;

20 Ize ikupulapule ukugula kwombanjwa : ibakulule abagwetyelwe ukufa ;

21 Baze balishumayele igama le-Nkosi e-Ziyone : nodumo lwayo e-Yerusaleme ;

22 Bakuhlanganiswa ndawonye abantu : nezikumkani ukuza kuyikonza i-Nkosi.

23 Yawancipisa amandhla am endhleleni : yayenza mifutshane imihla yam.

24 Ndati, Tixo wam, zungandinqamli pakati kwemihla yam : ngokuba iminyaka yako iyeyezizukulwana ngezizukulwana.

25 Kukudala ozidalileyo iziseko zomhlaba : namazulu angumsebenzi wezandhla zako.

26 Ayakutshabalala wona, kodwa uyakuhlal' uko wena : ayakwalupala onke njengengubo ;

27 Wauyakuwaguqula njengesivato, aze agu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

qulwe : kodwa ungokwanguye, neminyaka yako ayisayikupela.

28 Abantwana bezicaka zako bayakuhlala beko : nenzalo yazo iyakuqiniswa pambi kwako.

ICULO CIII.

YIDUMISE i-Nkosi, mpefumlo wam : konke okupakati kwam makudumise igama layo elingcwele.

2 Yidumise i-Nkosi, mpefumlo wam : ungazilibali zonke izincedo zayo ;

3 Exolela zonke inkohlakalo zako : nezipilisayo zonke izifo zako ;

4 Egcina ubomi bako ekutshabalaleni ; nekuhombisayo ngezibele nangenceba ;

5 Ewukolisayo umlomo wako ngento ezilungileyo : ikuhlaziye, womelele njengokozi.

6 INkosi yeyenza ngobulungisa nangomgwebo : kubo bonke ababandezelweyo.

7 Yazibonisa indhlela zayo ku-Mosesi : nezenzo zayo kubantwana baka-Sirayeli.

8 INkosi inotaru nofefe : iqumba kade inobubele obuninzi.

9 Ayiyikuhlal' isohlwaya : ayiyikuhlal' iqumbile kude kube ngunapakade.

10 Ayisenzelanga ngokufanelwe zizono zetu : ayisivuzanga ngokwenkohlakalo zetu.

11 Ngokuba njengobude bezulu pezu kwomhlaba : lungako ufefe lwayo pezu kwabayoyikayo.

12 Njengokuba kude kwokupuma kwelanga kunokutshona kwalo : izibekile njalo ukuba kude izigqito zetu.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

13 Njengosizi lwoyise pezu kwabantwana
bake : lunjalo usizi lwe-Nkosi pezu kwabayo-
yikayo.
14 Ngokuba iyakwazi ukwenziwa kwetu :
iyasazi ukuba silutuli.
15 Imihla yomntu injengengca : uyatya-
tyamba njengembali yasendhle.
16 Ngokuba umoya uyadhlula pezu kwayo,
ingabisabiko : ingabisayazi nendawo yayo.
17 Kodwa ufefe lwe-Nkosi luyinto enguna-
pakade pezu kwabayoyikayo : nobulungisa
bayo pezu kwabantwana babantwana;
18 Pezu kwabagcin' ucebano lwayo : nabaku-
mbul' imiteto yayo baze bayenze.
19 INkosi isimisile isihlalo sayo ezulwini :
nobukumkani bayo buzipet' into zonke.
20 Yidumiseni i-Nkosi, nina zingelosi zayo,
ezinamandhla amakulu : enilipulapula ilizwi
lemiteto yayo, niyenze yona.
21 Yidumiseni i-Nkosi, nonke nina zihlwele
zayo : nina bakonzi bayo eniyenz' intando
yayo.
22 Yidumiseni i-Nkosi, nonke nina misebe-
nzi yayo, kuzo zonke indawo zokupata kwayo :
yidumise i-Nkosi, wena mpefumlo wam.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CIV.

YIDUMISE i-Nkosi, mpefumlo wam : Nkosi
Tixo wam, umkulu kakulu wena; uvati-
siwe ngodumo nangobukulu.
2 Uyazivatisa ngokukanya njengokwengubo :
uwolule amazulu njengesikuselo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 Ozimisayo intsika zendhlu yake emanzini:
owenz' amafu abe yinqwelo yake nohambayo
pezu kwamapiko omoya.
4 Owenz' ingelosi zake zibe ngomoya: naba-
konzi bake babe ngamalangatye omlilo.
5 Waziqinisa izisekelo zomhlaba : zize zinga-
shukunyiswa kude kube ngunapakade.
6 Wawugubungela ngenzulu njengengubo :
amanzi ema pezu kwentaba.
7 Ati ngokwohlwaya kwako abaleka : ati
ngelizwi lendudumo yako emka ngobungxamo.
8 Ayenyuka njengentaba, ehle njengemifula:
afikele endaweni owaumisele wona.
9 Wawamisela umda awangayikuwugqita :
aze angabisabuya awugubungele umhlaba.
10 Uyayitumela imitombo emilanjeni : elayo
pakati kwentaba.
11 Zonke izilo zasendhle ziyasela kuyo : na-
maqwa*r*a ayadambisa ukunxanwa kwawo.
12 Intaka zezulu ziyakwakela ngakuyo : zi-
culele emitini yayo.
13 Uyazincenceshela intaba ngokuvela pe-
zulu : umhlaba uzele ziziqamo zemisebenzi
yako.
14 Inkomo uyazihlumisela ingca : nabantu
uyabanceda ngemifuno eluhlaza;
15 Aze akuvelise ukudhla emhlabeni, neve-
yine evuyisayo inkliziyo yomntu : neoli yoku-
bukazimlisa ubuso bake, nesonka sokuyome-
leza inkliziyo yake.
16 Imiti ye-Nkosi icumile : kwa imitomboti
yase-Lebanone awayityalayo;
17 Apo intaka zakela kona izindhlu zazo :
kwa nengwumza ezakelayo emitini yemikoba.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

18 Intaba ezinde zizinqaba zenyamakazi :
namawa amade ngawembila.
19 Inyanga wayimisela amaxesha atile : ne-
langa liyakwazi ukutshona kwalo.
20 Wabenza ubumnyama, buze bube bubu-
suku : ekuhamba ngabo onke ama*r*amncwa
asemahlatini.
21 Ingonyama zikonyela ukudhla kwazo :
zifuna inyama yazo ku-Tixo.
22 Ilanga liyapuma, zize zimke kunye : ziye
kulala emingxunyeni yazo.
23 Aze umntu aye emsebenzini wake, nase-
kukonzeni kwake : kude kuhle.
24 Hayi ukuba mininzi kwemisebenzi yako,
Nkosi : uyenzile ngobulumko yonke ; umhla-
ba uzele bubutyebi bako.
25 Kwa nolwandhle olukulu nolubanzi : apo
kuk' izinto ezishukumayo ezingenakubalwa,
kwa izilo ezincinane nezinkulu.
26 Kulapo zihamba kona inqanawa, nengwe-
nya : oyenzileyo ukuze idhlalele kona.
27 Zonke ezi zilindela wena : ukuze uza-
mkelise ukudhla kwazo ngexesha lako.
28 Wakuzipa ziyakubuta : uyasolula isa-
ndhla sako zize zikoliswe kokulungileyo.
29 Ziti wakubufihla ubuso bako zixakeke :
ziti wakuwususa umpefumlo wazo zibube, zi-
buyele elutulini lwazo.
30 Ziti wakuwutuma umoya wako zidalwe :
ubenze butsha ubuso bomhlaba.
31 Ubungcwalisa be-Nkosi buyakuhlala kude
kube ngunapakade : i-Nkosi iyakuvuyelela
emisebenzini yayo.
32 Iyawukangela umhlaba, uze ungcangca-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

zele : ziti nentaba ziqum' umsi, yakuzicukumisa.
33 Ndiyakuhlala ndiculela e-Nkosini nxa
ndisabudhla ubomi : ndiundumise u-Tixo wam ngamaculo nxa ndiseko emhlabeni.
34 Oza amazwi am atandeke kuye : novuyo
lwam luyakuba se-Nkosini.
35 Kodwa aboni bayakutshatyalaliswa e-
mhlabeni, nabakohlakeleyo bayakupela : yidumise i-Nkosi, wena mpefumlo wam, yidumise i-Nkosi.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CV.

BULELANI e-Nkosini, nibizele egameni layo : nizishumayele izenzo zayo ebantwini.
2 Culani kuyo, niyivumele amaculo : nitete
ngayo yonke imimangaliso yayo.
3 Vuyani egameni layo elingcwele : mazi-
vuye inkliziyo zabayifunayo i-Nkosi.
4 Yifuneni i-Nkosi namandhla ayo : bufu-
neni ubuso bayo ngamaxesha onke.
5 Yikumbuleni imimangaliso yayo eyayiye-
nzile : izenzo zayo ezikulu nezigwebo zomlomo wayo,
6 Nina nzalo ka-Abrahame isicaka sayo :
nani bonyana baka-Yakobi umqashwa wayo.
7 Iyi-Nkosi engu-Tixo wetu yona : izigwebo
zayo zikuwo wonke umhlaba.
8 Ilukumbule ucebano lwayo ngamaxesha
onke : ilizwi ebilixelele kwiwaka lezizukulwana;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

9 Kwa ucebano ebilwenzile no-Abrahame :
nesifungo ebisifungile ku-Yisake ;
10 Yalumisela ku-Yakobi lube ngumteto :
nako-Sirayeli lube lucebano olungunapakade ;
11 Isiti, Ndoninika ilizwe le-Kanane : inda-
wo yelifa lenu ;
12 Okuya bebeliqela elincinane lamadoda :
bengabasemzini kona kanjalo ;
13 Okuya bebehamba kwisizwe ngesizwe :
bevela kwobunye ubukumkani besiya eba-
ntwini bambi ;
14 Ayavumela mntu ukuba ababandezele :
yohlwaya nokumkani ngenxa yabo ;
15 Isiti, Ningabacukumisi abatanjiswa bam :
nabaprofite bam ningabenzi luto.
16 Napezu koku, yayibizela indhlala pezu
kwelizwe : yawapula wonke umsimelelo we-
sonka.
17 Yabitume umntu pambi kwabo : kwa
u-Josefe, owayetengiswa abe likoboka ;
18 Bazibulala inyawo zake ngemixokole-
lwane : nesincete side sangena empefumlweni
wake ;
19 Lada lafika ixesha lokwaziwa kwetyala
lake : walingwa lilizwi le-Nkosi.
20 Ukumkani wamtumela, wamkulula : no-
mpati wesizwe wamvulela.
21 Wamenza abe ngumpati wendhlu yake :
nomgcini wayo yonke imfuyo yake ;
22 Aze awapate ngentando yake amagosa
ake : awalumkise namapakati ake.
23 Weza no-Sirayeli e-Jipete : u-Yakobi wa-
hlala elizweni lakwa-Hame.
24 Yaza yabandisa abantu bayo kakulu :



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

yabanika amandhla pezu kwababandezeli babo;
25 Yazijika inkliziyo zabo bada babazonda abantu bayo: bazikohlisa izicaka zayo.
26 Yaza yatuma u-Mosesi isicaka zayo: no-Arone eyabimqashile.
27 Aba bayibonakalisa imiqondiso yayo pakati kwabo: nemimangaliso yayo ezweni lakwa-Hame.
28 Yatuma ubumnyama, kwaza kwabako ke: alaliwa izwi layo.
29 Yawaguqula amanzi abe ligazi: yazibulala nenklanzi zabo.
30 Umhlaba wabo wazala ngamasele: kwasezindhlwini zokumkani babo.
31 Yateta, kwafika izihlwele zenklobo zonke zempukane: nentwala kuyo yonke imida yabo.
32 Yabanika izicoto endaweni yemvula: namalangatye omlilo emhlabeni wabo.
33 Yayibeta imiti yeveyine nemikiwane yabo: yayapula nemiti yemida yabo.
34 Yateta, kwafika inkumbi, no*r*uxeshe ngento engenakubalwa: yadhliwa yonke ingca yasemhlabeni wabo, zagqitywa neziqamo zelizwe labo.
35 Yawabeta onke amazibulo abasezweni lakowabo: kwa inkloko zamandhla abo.
36 Yabakupa abantu bayo benesilivere negolide: kungeko namnye ongumlwelwe ezizweni zabo.
37 Ama-Jipefe avuya bakupuma: ngokuba isoyikiso sabo besiwile pezu kwawo.
38 Yandhlala ilifu libe sisigubungelo pe-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

zu kwabo : nomlilo wokubakanyisela ebusuku.

39 Yati bakucela yabazisela izagwityi : yabahlutisa ngesonka sasezulwini.

40 Yalucanda ulwalwa, ela amanzi : abaleka ezindaweni ezomileyo njengomlambo.

41 Ngokuba ibilukumbule ucebano lwayo olungcwele : no-Abrahame isicaka sayo.

42 Yaza yabakupa abantu bayo ngovuyo : nabaqashwa bayo ngemigcobo ;

43 Yabapa amazwe ezityakala : balidhla ilifa lomsebenzi wabantu bawo ;

44 Ukuze bazigcine izimiselo zayo : bayenze nemiteto yayo.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CVI.

BULELANI e-Nkosini, ngokuba ilungile : nobubele bayo bungunapakade.

2 Ngubanina ongazixelayo zonke izenzo amandhla ze-Nkosi : nongavakalisayo lwonke udumo lwayo ?

3 Banetamsanqa abagcin' umgwebo : nabenza ngokulungileyo ngamaxesha onke.

4 Nkosi, zundikumbule ngenxa yokubatanda kwako abantu bako : undivise usindiso lwako ;

5 Ndize ndilibone itamsanqa labaqashwa bako : ndivuye ngovuyo lwabantu bako, ndibulele ndawonye nelifa lako.

6 Sonile kunye nobawo betu : siposisile, senza okukohlakeleyo.

7 Obawo betu abayiqondanga imimangaliso yako e-Jipete, abazikumbulanga izininzi zezi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

bele zako : benza ngokungeva elwandhle, kwa-
selwandhle olubomvu.
8 Yabasindisa noko ngenxa yegama layo :
ukuze iwabonakalise amandhla ayo.
9 Yalutetisa ulwandhle olubomvu, lwatsha :
yabakokela ezinzulwini, njengokwasenklango.
10 Yabakulula esandhleni sababatiyileyo :
yabakulula esandhleni sotshaba.
11 Amanzi aziselela intshaba zabo : akwa-
sala namnye wakuzo.
12 Baza bakolwa ngamazwi ayo : bayidumi-
sa ngamaculo.
13 Babuya bayilibala imisebenzi yayo : aba-
hamba ngecebo layo.
14 Baza bakanuka ngenkanuko enklango :
bamlinga u-Tixo ebugxwayibeni.
15 Waza wabapa abakucelayo : watumela
ubityo empefumlweni wabo.
16 Baba nomona ngaku-Mosesi ezintenteni
zabo : nangaku-Arone oyingcwele we-Nkosi.
17 Waza umhlaba wacandeka, wamginya u-
Datane : wawuvingcela nomhlambi ka-Abi-
rame.
18 Kwako umlilo emhlambini wabo : ila-
ngatye labagqiba abakohlakeleyo.
19 Benza itole e-Horebe : bawubedesha
umfanekiso otyidiweyo.
20 Baza babuguqula ubungcwalisa babo :
buze bufane nenkomo edhl' utyani.
21 Bamlibala u-Tixo umncedi wabo : obe-
zenzile into ezinkulu e-Jipete ;
22 Imimangaliso ezweni lakwa-Hame : ne-
nto ezoyikekayo elwandhle olubomvu.
23 Waza wati uyakubatshabalalisa, koko wa-

Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

vukayo u-Mosesi umqashwa wake, wema esi-
tubeni pambi kwake : aze ayipambukise
ingqumbo yake, hleze abatshabalalise.
24 Balidela elolizwe elimnandi : abakolwa
lilizwi lake ;
25 Ba*ror*a ezintenteni zabo : abalipulapula
ilizwi le-Nkosi.
26 Yaza yasipakamisa isandhla sayo ngaku-
bo : ize ibatshabalalise enklango ;
27 Ize icite inzalo yabo pakati kwezizwe :
ibati sa emhlabeni wonke.
28 Baza bazihlanganisa no-Bale-pehore : ba-
wadhla amadini abafileyo.
29 Baza bamqumbisa ngezenzo zabo : sada
isibulalo satyobozela pakati kwabo.
30 Waza wesuka u-Finehasi, wenza ngobu-
gwebi : saza isibulalo sanqanyulwa.
31 Kwaza oko kwabalelwa kuye ngobulu-
ngisa : kwizizukulwana ngezizukulwana kude
kube ngunapakade.
32 Babuya bamqumbisa emanzini empiki-
sano : kwada kwaba nzima pezu kwo-Mosesi
ngenxa yabo ;
33 Ngokuba bawuqumbisa umoya wake :
wada wateta ngokungafanelekileyo ngomlomo
wake.
34 Abazitshabalalisa nezizwe : ebibayalele
ngazo i-Nkosi ;
35 Bazidibanisa nezityakala : bayifunda imi-
sebenzi yazo.
36 Bada bazikonza nezitixo zazo, ezaba lili-
shwa labo : bada banikela onyana babo nento-
mbi zabo kuzo idemoni ;
37 Balipalaza negazi elingenatyala, kwa



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

igazi lonyana babo nelentombi zabo : ababa-
nikela kwizitixo zama-Kanane ; wada umhla-
ba wahlaziswa ngegazi.
38 Baza bazihlazisa ngemisebenzi yabo : ba-
*r*exezela amaqinga abo.
39 Yati ngoko ingqumbo ye-Nkosi ya-
vuta ngakubo abantu bayo : yada yalidela
ilifa layo.
40 Yabanikela esandhleni sezityakala : baza
bapatwa ngababatiyayo.
41 Intshaba zabo zababandezela : zabatoba
pantsi kwezandhla zazo.
42 Kwafuti ibakulula : koko bayiqumbisayo
ngezenzo zabo, batotyelwa pantsi yinkohlakalo
yabo.
43 Noko yakububona ubunzima babo : ya-
sipulapula isililo sabo.
44 Yalukumbula ucebano lwayo, yanosizi
pezu kwabo ngenxa yobuninzi bezibele zayo :
yabenza ukuba babe nosizi nabo abebetinjwa
ngabo.
45 Sisindise, Nkosi engu-Tixo wetu, sibute
usikupe pakati kwabaheyideni : size silibu-
lele igama lako elingcwele, sivuye ngodumo
lwako.
46 Maidunyiswe i-Nkosi engu-Tixo wo-Si-
rayeli kude kube ngunapakade : nabo bonke
abantu mabati, Amen.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CVII.

YIDUMISENI i-Nkosi, ngokuba ilungile :
nobubele bayo buhleli kude kube nguna-
pakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Mabatsho abakululwa yi-Nkosi : neyaba-
kulula esandhleni sotshaba ;
3 Eyababuta emhlabeni wonke, kwicala lo-
kupuma kwelanga nakwelokutshona kwalo
kumacala angasenkla nawasezantsi.
4 Badungudela enklango ekungeko ndhlela :
abafumana sixeko sokuhlala.
5 Bati belambile benxaniwe : umpefumlo
wabo wapela pakati kwabo.
6 Baza balilela e-Nkosini embandezelweni
yabo : yaza yabakulula ebunzimeni babo.
7 Yabakokela ngendhlela elungileyo : baze
baye kufika endaweni yokuhlala.
8 Akwaba kwadunyiswa i-Nkosi ngenxa ye-
zibele zayo : nemimangaliso yayo kwonyana
babantu !
9 Ngokuba iyawukolisa umpefumlo oswe-
leyo : ihlutise ngokulungileyo umpefumlo
olambileyo.
10 Abahleli ebumnyameni nasetunzini lo-
kufa : bebanjiwe ngobunzima nangentsimbi ;
11 Ngokuba bebelwile ngakuwo umteto ka-
Tixo : balidela icebo l-Opezu konke.
12 Waza wazitoba inkliziyo zabo ngobunzi-
ma : bakubeka bawa kungeko mncedi.
13 Bandula balilela e-Nkosini embandeze-
lweni yabo : yabakulula ebunzimeni babo.
14 Yabakupa ebumnyameni nasetunzini lo-
kufa : yazapula izibambo zabo.
15 Akwaba kwadunyiswa i-Nkosi ngenxa
yezibele zayo : nemimangaliso yayo kwonya-
na babantu !
16 Ngokuba iwapule amasango exina : ya-
yinqamla imivalo yentsimbi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

17 Abazidenge bayabandezelwa ngenxa yezigqito zabo : nangenxa yenkohlakalo yabo.

18 Umpefumlo wabo utiyene nako konke okudhliwayo : basondele emasangweni okufa.

19 Baza balilela e-Nkosini ekubandezelweni kwabo : ize ibakulule ebunzimeni babo.

20 Yalituma izwi layo, yabapilisa : yabakulula ekutshabalalaleni kwabo.

21 Akwaba kwadunyiswa i-Nkosi ngenxa yezibele zayo : nemimangaliso yayo kwonyana babantu !

22 Mabanikele iminikelo yokubulela : bayishumayele imisebenzi yayo ngovuyo.

23 Abahlela elwandhle ezinqanaweni : nabawenzayo umsebenzi wabo emanzini amakulu ;

24 Ngaba abayibonayo imisebenzi ye-Nkosi : nemimangaliso yayo ezinzulwini.

25 Ekuti yakuteta kuvuke umoya woqwitela : owavusayo amaza alo.

26 Bayenyukela ngasezulwini pezulu, babuye behlele ezinzulwini zangapantsi : ude umpefumlo wabo unyibilike ngenxa yesitukutezi.

27 Banesizunguzane, begunqa njengonxilayo : bade bakohlwe yinto abangayenzayo.

28 Baze babizele e-Nkosini embandezelweni yabo : ize ibakulule ebunzimeni babo.

29 Iyaluzolisa uqwitela : aze amaza alo angabisashukuma.

30 Bandule bavuye ngokuba bonwabile : ize ibase ecwebeni abalingxameleyo.

31 Akwaba kwadunyiswa i-Nkosi ngenxa yezibele zayo : nemimangaliso yayo kwonyana babantu !



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

32 Mabayidumise enklanganisweni yabantu : bayibonge esihlweleni sabadala.

33 Iyayiguqula imilambo ibe yinklango : iyitshise nemitombo yamanzi.

34 Ilizwe elicumayo libe lelomileyo : ngenxa yenkohlakalo yabemi kulo.

35 Ibuye iyiguqule inklango ibe licibi : nobugxwayiba bube yimitombo yamanzi.

36 Ibabeke kona abalambileyo : baze bazakele isixeko sokuhlala ;

37 Bahlwayele namasimi, batyale nemiti yeveyine : eyakubanikela iziqamo zokucuma kwayo.

38 Ibuye ibatamsanqelise, baze bande kakulu : ingavumi ukuba inkomo zabo zincipeke.

39 Babuye bancitshiswe, batotywe : ngenxa yembandezelo, nangobunzima nosizi ;

40 Iyazidela inkosana : izidungudelise enklango, apo kungeko ndhlela.

41 Kodwa ihlwempu iyalipakamisa embandezelweni : ilenzele inzalo njengomhlambi.

42 Abalungileyo bayakubona oku bavuye : iti inkohlakalo yonke iwuvingce umlomo wayo.

43 Abalumkileyo bayakuzitelekelela ezizinto : babuqonde ububele be-Nkosi.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CVIII.

TIXO, inkliziyo yam iqinisiwe : ndiyakuvuma ndicule amaculo kwangobungcwalisa bam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Vuka luhadi oluncinane, nawe olukulu :
nam okwam ndiyakuvuka kwakusasa.
3 Ndiyakubulela kuwe, Nkosi, pakati kwa-
bantu : ndiyakucula amaculo kuwe pakati
kwezizwe.
4 Ngokuba ufefe lwako lupezu kwamazulu :
nenyaniso yako iyafikelela esibakabakeni pe-
zulu.
5 Zipakamise, Tixo, pezu kwamazulu : no-
bungcwalisa bako pezu kwomhlaba wonke.
6 Ukuze abatandwa bako basindiswe : ba-
kulule ngesandhla sako sokunene, undipe-
ndule.
7 U-Tixo utetile ebungcwaliseni bake : nga-
ko ndiyakuvuya, ndihlulahlule i-Shekeme, ndi-
wulinganise nomfula we-Sukote.
8 I-Gileyade iyeyam, u-Manase ungowam :
no-Frayime ungamandhla enkloko yam.
9 U-Juda ungumnikimteto wam, u-Mowabi
usisitya sam sokuhlambela kuso : isihlangu
sam ndosiposela pezu kwo-Edome ; ndivuye-
lele pezu kwe-Filisiya.
10 Ngubanina oyakundingenisa esixekweni
esinamandhla : ngubanina oyakundingenisa e-
Edome ?
11 Asinguwe na, Tixo, owausilahlile : aku-
yikupuma na, Tixo, ndawonye nemikosi yetu ?
12 Sincede ngakulo utshaba lwetu : ngo-
kuba uncedo lwabantu luyinto engendawo.
13 Ngoncedo luka-Tixo siyakulwa ngoku-
kalipileyo : ngokuba nguye oyakuzinyatela
pantsi intsbaba zetu.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

## ICULO CIX.

MAUNGATI cwaka, Tixo wendumiso yam : ngokuba umlomo wabakohlakeleyo nowenkohliso uvuliwe ngakum.
2 Batetile ngakum ngolwimi lwobuxoki : bandiraule ngamazwi okutiya, balwa nam kungeko tuba.
3 Utando lwam obelungakubo balupindezele ngobutshaba : koko ndizinikelayo ekutandazeni.
4 Babupindezele ngobubi ubulungisa bam : notando lwam balupindezele ngobutshaba.
5 Misa okohlakeleyo pezu kwake : ati no-Satane eme ngasekunene kuye.
6 Makati akugwetywa apume enetyala : nomtandazo wake mawuguqulwe ube sisono.
7 Imihla yake mayincitshiswe : nobukosi bake mabutatyatwe ngomnye.
8 Abantwana bake mababe zinkedama : abe ngumhlolokazi nomfazi wake.
9 Abantwana bake mababe zizibadula, bahambe becel' ukudhla : bekufuna ezindaweni ezingenabantu.
10 Makati odhlayo akupange konke anako : ati nowasemzini awonakalise umsebenzi wake.
11 Makungabiko mntu oyakuba nofefe pezu kwake : noyakuba nosizi pezu kwenkedama zake.
12 Inzalo yake mayinqanyulwe : liti negama lake lingabiko kanye kwisizukulwana esilandelayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

13 Inkohlakalo yoyise bake mayihlal' iku-
njulwa yi-Nkosi : nesono sonina masingezi
silityalwe.
14 Mazihlale ziko e'busweni be-Nkosi : ize
isinqamle isikumbuzo sabo emhlabeni ;
15 Ngokuba ebengakutandi okulungileyo :
empata kakubi olihlwempu nosweleyo, engxa-
mel' ukubabulala abankliziyo zilusizi.
16 Kwanjengokuba ebesitanda isiqalekiso,
masize pezu kwake : nanjengokuba ebengasi-
tandi isitamsanqeliso, masibe kude kuye.
17 Kwanjengokuba ebezambata iziqalekiso
njengengubo : mazingene esiswini sake nje-
ngamanzi, nanjengeoli ematanjeni ake.
18 Mazibe kuye njengengubo ayambatayo :
zibe ngumbinqo ahlal' ezibinqele ngawo.
19 INkosi maizivuze njalo intshaba zam :
nabatetayo ngobubi ngawo umpefumlo wam.
20 Kodwa wena, Nkosi engu-Tixo, zunde-
nzele ngokufanelwe ligama lako : undikulule
ngenxa yobumnandi bofefe lwako.
21 Ngokuba ndingolihlwempu nosweleyo :
nenkliziyo yam ibuhlungu pakati kwam.
22 Nditshabalele njengesitunzi esimkayo :
ndimke nomoya njengenkumbi.
23 Amadolo am akasenamandhla ngenxa yo-
kuzila : akuko tyeba enyameni yam.
24 Ndide ndasisidelwa kubo : bandihlungu-
zelela inkloko bakundibona.
25 Ndincede, Nkosi Tixo wam : ndisindise
ngenxa yobubele bako ;
26 Ukuze bazi ukuba oku kusisandhla sako :
nokuba nguwe, Nkosi, okwenzileyo.
27 Mabaqalekise bona, utamsanqelise we-



Digitized by INTERNET ARCHIVE    Original from LIBRARY OF CONGRESS

na : mabadaniswe abavukelene nam ; kodwa masivuye isicaka sako.

28 Abazintshaba zam mabavatiswe ngodano : mabazigqubutele ngodano lwabo njengengubo.

29 Kodwa mina ndiyakuyibulela i-Nkosi ngokukulu ngomlomo wam : ndiyidumise ndawonye nezihlwele ;

30 Ngokuba iyakuma ngasekunene kwolihlwempu : ukuze imkulule kwababawugwebayo umpefumlo wake.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CX.

INKOSI yaite kwi-Nkosi yam : hlala ngasekunene kum, ndide ndizenze intshaba zako zibe sisitulo senyawo zako.

2 INkosi iyakukutumela e-Ziyone intonga yamandhla ako : isiti uze ube ngumpati pezu kwentshaba zako.

3 Abantu bako bayakukuvuma ebuhleni bobungcwele ngemini yamandhla ako : umbete wobutsha bako ungowasesizalweni sokusa.

4 INkosi ifungile, yaingayikuguquka : ungumpriste kude kube ngunapakade wohlobo luka-Mekisedeke.

5 INkosi engasekunene kuwe : iyakubohlwaya nokumkani ngemini yengqumbo yayo.

6 Iyakuba ngumgwebi pakati kwezizwe ; iyakuzalisa indawo ngezidumbu : ibohlwaye abazinkloko pezu kwezizweezininzi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRES

7 Iyakusela emtonjeni osendhleleni : ngako oko iyakupakamisa inkloko yayo.

## ICULO CXI.

YIBONGENI i-Nkosi ; ndiyakuyibonga i-Nkosi ngenkliziyo yam yonke : esihlweleni sabalungileyo napakati kwenklanganiso.

2 Imisebenzi ye-Nkosi mikulu : ifuniselwa kakulu ngabo bonke abayitandayo.

3 Umsebenzi wayo ungodumileyo nongumangaliso : nobulungisa bayo buhleli kude kube ngunapakade.

4 Iyenze imimangaliso yayo ukuba ikunjulwe : i-Nkosi inobubele, yenosizi olukulu.

5 Ibamkelisile ukudhla abayoyikayo : iyakuhlala ilukumbula ucebano lwayo.

6 Ibabonisile abantu bayo imisebenzi yamandhla ayo : ize ibadhlise ilifa lezityakala.

7 Imisebenzi yezandhla zayo iyinyaniso nomgwebo : yonke imiteto yayo ayinakushukunyiswa.

8 Iqinile kude kube ngunapakade : yenziwe ngenyaniso nangokulungileyo.

9 Yabatumela abantu bayo inkululo : yaluqinisa ucebano lwayo kude kube ngunapakade ; igama layo liyingcwele liyoyikeka.

10 Ukuyoyika i-Nkosi kusisiqalo sobulumko : banetamsanqa elikulu bonke abayenzayo imiteto yayo, udumo lwayo lumi kude kube ngunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ICULO CXII.

YIBONGENI i-Nkosi; unetamsanqa umntu oyoyikayo i-Nkosi: noyitandayo kakulu imiteto yayo.

2 Inzalo yake iyakuba namandhla emhlabeni: nesizukulwana sabalungileyo siyakuba netamsanqa.

3 Ubutyebi nobuninzi buyakuba sendhlwini yake: nobulungisa bake buhleli kude kube ngunapakade.

4 Kolungileyo kubako ukukanya ebumnyameni: unobubele, unosizi, unobulungisa.

5 Umntu olungileyo unesisa, amboleke omnye: nento azenzayo uyakuzenza ngokukuteleyo.

6 Ngokwenyaniso akayikuza ashukunyiswe: uyakuhlal' ekunjulwa kude kube ngunapakade.

7 Akasayikuzoyika indaba ezimbi: inkliziyo yake iqinile, itembele e-Nkosini.

8 Inkliziyo yake iqinile, ayiyikwoyika: ade azibone pantsi kwenyawo zake intshaba zake.

9 Uhlwayele, wapa amahlwempu: ubulungisa bake buhleli kude kube ngunapakade, nopondo lwake luyakupakanyiswa ngodumo.

10 Okohlakeleyo uyakukubona, acapuke: uyakutshixiza ngamazinyo, anyibilike; inkanuko yabakohlakeleyo iyakutshabalala.

ICULO CXIII.

YIBONGENI i-Nkosi; bongani nina zicaka ze-Nkosi: libongeni igama le-Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

2 Malidunyiswe igama le-Nkosi : kwa kweli-
xesha kude kube ngunapakade.
3 Malidunyiswe igama le-Nkosi : kwaseku-
pumeni kwelanga kude kube sekutshoneni
kwalo.
4 INkosi ipezulu pezu kwezizwe zonke : no-
bungcwalisa bayo bupezu kwamazulu.
5 Ngubanina onjengayo i-Nkosi engu-Tixo
wetu, oti noko ehleli pezu konke : azitobe aze
akubone konke okusezulwini nasemhlabeni ?
6 Uyalipakamisa ihlwempu eliselutulini :
amsuse nosweleyo kwa pakati kwenkunkuma ;
7 Aze abamise ndawonye nenkosi : kwa nda-
wonye nenkosi zabantu bake.
8 Umfazi oludhlolo uyamhlalisa endhlweni ;
amenze abe ngunina onovuyo ngenxa yaba-
ntwana bake. Yibongeni i-Nkosi.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CXIV.

BAKUPUMA o-Sirayeli e-Jipete : yakupuma
indhlu ka-Yakobi ebantwini abanteto be-
ngayazi,
2 O-Juda bebeyindawo yake eyingcwele : no-
Sirayeli bebengamandhla ake.
3 Ulwandhle lwakubona oko, lwesaba : ne-
Yoredane yabuyiswa ngomva.
4 Intaba zadhloba njengenkunzi zegusha :
nenduli njengamatakane azo.
5 Ubunanina lwandhlendini, ubusabele ni-
na : nawe, Yoredane, ububuyiswe yinina ?
6 Nani zintaba, ekubeni benidhloba njenge-



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

nkunzi zigusha : nani zinduli, njengamatakane
azo.
7 Ngcangcazela wena mhlaba ebusweni be-
Nkosi : kwasebusweni bo-Tixo ka-Yakobi.
8 Owaluguqula ulwalwa lwalicibi : ilitye eli-
lukuni lwangumtombo wamanzi.

## ICULO CXV.

MAKUNGABI kuti, Nkosi, makungabi ku-
ti, makube segameni lako ekunikelwe
indumiso : ngenxa yobubele bako nangenxa
yenyaniso yako.
2 Izizwe mazingabi nako ukuti : Upina ka-
loku u-Tixo wabo ?
3 Kodwa u-Tixo wetu usemazulwini : ukwe-
nzile konke akutandileyo.
4 Izitixo zabo zezesilivere negolide : kwa
imisebenzi yezandhla zabantu.
5 Zinemilomo, kanti aziteti : zinamehlo,
kanti aziboni.
6 Zinendhlebe, kanti aziva : zinempumlo,
kanti azijoji.
7 Zinezandhla, kanti azipati ; zinenyawo,
kanti azihambi : zingavakalisi lizwi ngomqala
wazo.
8 Abazidalayo bayafana kwa nazo : nabo
bonke abatembela kuzo.
9 Kodwa nina ndhlu ka-Sirayeli, tembelani
e-Nkosini : engumncedi nekaka labo.
10 Nani ndhlu ka-Arone, tembelani e-Nko-
sini : yiyo engumncedi nekaka labo.
11 Nina eniyoyikayo i-Nkosi, tembelani e-
Nkosini : yiyo engumncedi nekaka labo.
12 INkosi isikumbule, iyakusitamsanqelisa :



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

iyakuyitamsanqelisa indhlu ka-Sirayeli, iyita-
msanqelise indhlu ka-Arone.
13 Iyakubatamsanqelisa abayoyikayo i-Nko-
si : kwa abakulu nabancinane.
14 INkosi iyakunandisa ngakumbi nanga-
kumbi : nina nabantwana benu.
15 Ningabanetamsanqa le-Nkosi : eyadala
izulu nomhlaba.
16 Izulu, kwa amazulu angawe-Nkosi : ko-
dwa umhlaba iwunikile konyana babantu.
17 Abafileyo abasenakukudumisa, Nkosi :
nabahleleyo ekutini cwaka.
18 Kodwa tina siyakuhlala siyidumisa i-
Nkosi : kwa kwelixesha kude kube ngunapa-
kade. Yibongeni i-Nkosi.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CXVI.

NDIYAYITANDA i-Nkosi : ngokuba ilivile
ilizwi lam nezikungo zam ;
2 Nangokuba ibiyitobele kum indhlebe yayo :
ngako oko ndiyakubizela kuyo ngalo lonke
ixesha endiyakuhlala ngalo emhlabeni.
3 Intsizi zokufa zandi*r*aula : nenklungu zesi-
hogo zabambelela kum.
4 Ndafumana imbandezelo nosizi, ndaza nda-
bizela egameni le-Nkosi : Nkosi, ndiyakuku-
nga, zuwukululе umpefumlo wam.
5 INkosi inobubele nobulungisa : u-Tixo we-
tu ungonota*r*u.
6 INkosi iyabagcina abangenankohliso : nda-
ndixakekile, yaza yandinceda ke.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

7 Buyela ekupumleni kwako, mpefumlo wam: ngokuba i-Nkosi ikuvuzile ngobubele.

8 Ngokuba uwukulule umpefumlo wam ekufeni: amehlo am ezinyembezini, nenyawo zam ekuweni.

9 Ndiyakuhamba ebusweni be-Nkosi: emhlabeni wabahleliyo.

10 Bendikoliwe, ndaza ndateta; ngokuba bendibandezelwe kakubi: ndati ngobungxamo bam, Bonke abantu bangamaxoki.

11 INkosi ndiyakuyipindezela nganina: ngenxa yazo zonke izibele zayo ebezingakum?

12 Ndiyakuyamkela indebe yosindiso: ndibizele egameni le-Nkosi.

13 Ndiyakuzenza izifungo zam ebendizifungile e-Nkosini, kwa kaloku nje ebusweni babantu bayo bonke: ukufa kwabangcwele bayo kunqabile ebusweni be-Nkosi.

14 Ngokwenyaniso, Nkosi, ndisisicaka sako: ndisicaka sako, nonyana wesicakakazi sako; uzapule izibambo zam.

15 Ndiyakukunikela iminikelo yombulelo: ndibizele egameni le-Nkosi.

16 Ndiyakuzenza izifungo zam ebendizifungile e-Nkosini, kwa kaloku nje ebusweni ba bantu bayo bonke: emakusini endhlu ye-Nkosi, kwa pakati kwako, Yerusaleme. Yibongeni i-Nkosi.

## ICULO CXVII.

YIBONGENI i-Nkosi, nonke nina zizwe: yidumiseni, nonke nina bantu.

2 Ngokuba ububele bayo ngakuti bukulu:



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

nenyaniso ye-Nkosi yeyehlala ingunapakade. Yibongeni i-Nkosi.

## ICULO CXVIII.

YIBULELENI i-Nkosi, ngokuba ilungile : nobubele bayo bungunapakade.

2 Mabavume o-Sirayeli kaloku : okokuba ububele bayo bungunapakade.

3 Nendhlu ka-Arone maiti kaloku : ububele bayo bungunapakade.

4 Nabo abayoyikayo i-Nkosi mabati : ububele bayo bungunapakade.

5 Ndabizela e-Nkosini ndisembandezelweni : yaza i-Nkosi yandipendula, yandibeka endaweni enkulu.

6 INkosi isecaleni lam : andiyikwoyika, umntu angandenza ntonina?

7 INkosi iyabanceda abandincedayo : ndoti ngoko ndizibone zingapantsi kwam intshaba zam.

8 Kulungile ukutembela e-Nkosini : pezu kwokutembela ebantwini.

9 Kulungile ukutembela e-Nkosini : pezu kwokutembela abazinkosi emhlabeni.

10 Zonke izizwe zandi*r*aula : kodwa ndiyakuzitshabalalisa egameni le-Nkosi.

11 Zandi*r*aula, zada zandingqonga : kodwa ndiyakuzitshabalalisa egameni le-Nkosi.

12 Zandingqonga njengenyosi, zicimekile njengomlilo wamahlamvu : ngokuba ndiyakuzitshabalalisa egameni le-Nkosi.

13 Undinyanzele kakubi ndize ndiwe : kodwa i-Nkosi ibiluncedo lwam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 INkosi ingamandhla am neculo lam : ide yaba lusindiso lwam.
15 Ilizwi lovuyo nelenkululo lisenklalweni yabalungileyo : isandhla sokunene se-Nkosi siyenza ngokukalipileyo.
16 Isandhla sokunene se-Nkosi sipakanyisiwe : nesandhla sokunene se-Nkosi siyenza ngokukalipileyo.
17 Andiyikufa, ndiyakuhlala : ndiyishumayele imisebenzi ye-Nkosi.
18 INkosi indohlwaye kabuhlungu : koko ingandinikelanga ekufeni.
19 Ndivulele amasango obulungisa : ndandiyakungena kuwo, ndiyidumise i-Nkosi.
20 Eli lisango le-Nkosi : abayakungena ngalo abalungileyo.
21 Ndiyakubulela ngokuba ubundipulapule : waba yinkululo yam.
22 Ilitye ebelilahliwe ngabaki : seliyinkloko yembombo.
23 Sisenzo se-Nkosi esi : singumangaliso emehlweni etu.
24 Lè iyimini ebiyenziwe yi-Nkosi : ngako oko siyakuvuya sigcobe ngayo.
25 Ndincede kaloku, Nkosi : situmele itamsanqa kaloku, Nkosi.
26 Makatanyusanqeliswe ozayo egameni le-Nkosi : sinitamsanqelisile eningabendhlu ye-Nkosi.
27 U-Tixo uyi-Nkosi esikanyisileyo : wubopeleleni ngentambo umnikelo, niwubopelele kwasezimpondweni zelatare.
28 Ungu-Tixo wam, ndandiyakukubulela : ungu-Tixo wam, ndandiyakukudumisa.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

29 Yibuleleni i-Nkosi, ngokuba ilungile : nobubele bayo bungunapakade.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CXIX.

BANETAMSANQA abangenatyala endhleleni : nababahambayo emtetweni we-Nkosi.
2 Banetamsanqa abazigcinayo izingqinelo zayo : nabayifunayo ngenkliziyo yabo yonke.
3 Ngokuba abo abangenz' inkohlakalo : bahamba ezindhleleni zayo.
4 Usiyalele : okokuba siyigcine imiteto yako ngokukuteleyo.
5 Azaba indhlela zam zazilungisiwe : ndize ndiyigcine imimiso yako!
6 Ndandingayikudaniswa : nxa ndiyigqalayo yonke imiteto yako.
7 Ndokubulela ngenkliziyo engenankohliso : ndakuba ndizifundile izigwebo zobulungisa bako.
8 Ndiyakuzigcina izimiselo zako : zuze ungandilahli kanye.

---

UMFANA uyakuyicokisa nganina indhlela yake : kwa ngokuyigcina ngokwelizwi lako.
10 Ndikufunile ngenkliziyo yam yonke : mandingalahlekani nemiteto yako.
11 Ilizwi lako ndilifihlile enkliziyweni yam : ndize ndingoni ngakuwe.
12 Ungonamatamsanqa, Nkosi : ndifundise iziteto zako.
13 Zonke izigwebo zomlomo wako : ndizishumayele ngomlomo wam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Ndivuyele endhleleni yezingqinelo zako : ngokungati ndivuyele indyebo enkulu.
15 Ndiyakuzicinga iziyalo zako : ndizigqale nendhlela zako.
16 Imiteto yako iyakuba luvuyo lwam : ndandingayikulilibala ilizwi lako.

---

YENZA ngokulungileyo esicakeni sako : ndize ndidhl' ubomi, ndiligcine nelizwi lako.
18 Wavule amehlo am : ndize ndiyibone imimangaliso yomteto wako.
19 Ndingowasemzini emhlabeni : zungandifihleli iziyalo zako.
20 Umpefumlo wam uyapuka : ngokuhlala ndizilangazelela izigwebo zako.
21 Ubatetisile abaneratshi : baqalekisiwe abapambukayo kuyo imiteto yako.
22 Sisuse kum ihlazo nodelo : ngokuba ndizigcinile izingqinelo zako.
23 Kwa nenkosi zahlala zateta ngakum : kodwa isicaka sako sahlala siyigcina imiteto yako.
24 Izingqinelo zako ziluvuyo lwam : zingamapakati andicebisayo.

---

UMPEFUMLO wam unamatele elutulini : ndipilise ngokwelizwi lako.
26 Ndizishumayele indhlela zam, wandipulapula : ndifundise imimiso yako.
27 Ndiqondise indhlela yeziyalo zako : ndandiyakuteta ngayo imimangaliso yako.
28 Umpefumlo wam uyanyibilika ngenxa yobunzima : maundomeleze ngokwelizwi lako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

29 Yisonge kum indhlela yobuxoki : undipe
umteto wako ngobubele.
30 Ndiyiqashile indhlela yenyaniso : imi-
gwebo yako ndiyibekile pambi kwam.
31 Ndinamatele ezingqinelweni zako : zunga-
ndidanisi, Nkosi.
32 Ndiyakuhamba ngendhlela yemiteto ya-
ko : wakuba uyikulule inkliziyo yam.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

NDIFUNDISE indhlela yeziyalo zako, Nkosi : ndandiyakuhamba ngayo kude kube sekupeleni.
34 Ndinike ukuqonda, ndandiyakuwugcina
umteto wako : ndiwubambe ngenkliziyo yam
yonke.
35 Ndihambise endhleleni yemiteto yako :
ngokuba lulapo uvuyo lwam.
36 Yibekise ezingqinelweni zako inkliziyo
yam : ingabeki elunqwenweni.
37 Wasuse amehlo am ekukuboneni okunge-
ndawo : undipilise endhleleni yako.
38 Liqinise ilizwi lako esicakeni sako : ndize
ndibe nokwoyika wena.
39 Sisuse isohlwayo sam endisoyikayo : ngo-
kuba imigwebo yako ilungile.
40 Uvuyo lwam lusemitetweni yako : ndi-
pilise ngobulungisa bako.

---

MABUTI ububele bako buze kum, Nkosi : kwa inkululo yako ngokwelizwi lako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

42 Ndandiyakuba nako ukubapendula abandigxekayo : ngokuba itemba lam lisezwini lako.
43 Zungalikupi kanye ilizwi lenyaniso yako emlonyeni wam : ngokuba itemba lam lisezigwebeni zako.
44 Ndandiyakuwugcina umteto wako ngamaxesha onke : kude kube ngunapakade.
45 Ndiyakuhamba ndikululekile : ngokuba ndiyazilandela iziyalo zako.
46 Ndiyakuteta ngazo izingqinelo zako nasebusweni bokumkani : ndandingayikudana.
47 Ndiyakuzivuyisa ngemiteto yako : endiyitandileyo.
48 Nezandhla zam ndiyakuzipakamisa ngakuzo iziyalo zako endizitandileyo : nokucinga kwam kuyakuba semimiselweni yako.

---

LIKUMBULE ilizwi ebelingakuso isicaka sako : onditembisileyo ngalo.
50 Olu lututuzelo lwam ebunzimeni bam : ngokuba ilizwi lako lindipilisile.
51 Abaneratshi bandidelile kakulu : kodwa andishenxanga noko emtetweni wako.
52 Ndizikumbule izigwebo zako zakudala, Nkosi : ndazitututuzela ngazo.
53 Ukwoyika okukulu kubambelele kum : ngenxa yabakohlakeleyo abawulahlileyo umteto wako.
54 Izimiselo zako bezingamaculo am : endhlwini yokupambukela kwam.
55 Ndilikumbule igama lako, Nkosi, ebusuku : ndawugcina umteto wako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

56 Ndakuzuza oku : ngokuba bendibe ndizibamba iziyalo zako.

---

USISAHLULO sam, Nkosi : ndandite ndiyakuwagcina amazwi ako.

58 Ndatar*uzisa kuwe ngenkliziyo yam yonke : yiba nofefe kum ngokwelizwi lako.

59 Ndazinakana indhlela zam : ndazibekisa ngasezingqinelweni zako inyawo zam.

60 Ndangxama, andalibala : ukuyigcina imiteto yako.

61 Izihlwele zabakohlakeleyo zindipangile : kodwa andiwulibalanga umteto wako.

62 Pakati kwobusuku ndiyakupapama ndibulele kuwe : ngenxa yezigwebo zako ezilungileyo.

63 Ndingumlingane wabo bonke abakwoyikayo : nabazibambayo iziyalo zako.

64 Umhlaba, Nkosi, uzele bububele bako : ndifundise imimiso yako.

---

ISICAKA sako, Nkosi, usilungisele : ngokwelizwi lako.

66 Ndifundise umgwebo olungileyo nokwazi : ngokuba ndikoliwe yimiteto yako.

67 Ndati oko bendingekabi nabo ubunzima ndalahleka : kodwa kaloku ndigcinile ilizwi lako.

68 Ungolungileyo nowenza ngobulungisa : ndifundise imimiso yako.

69 Abaner*atshi babuqingile ubuxoki ngakum : kodwa iziyalo zako ndiyakuzigcina ngenkliziyo yam yonke.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

70 Inkliziyo yabo ityebile njengenqata : kodwa uvuyo lwam lusemtetweni wako.
71 Kundilungele ukuba bendinobunzima : ndize ndizifunde izimiselo zako.
72 Umteto womlomo wako uyatandeka kum : pezu kwamawaka egolide nesilivere.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

IZANDHLA zako zindidalile, zandenza : ndinike ukuqonda ndize ndifunde imiteto yako.
74 Abakwoyikayo bayakundibona bavuye : ngokuba benditembele ezwini lako.
75 Ndiyazi, Nkosi, ukuba izigwebo zako zilungile : nokuba ubundibandezele ngenxa yobulungisa.
76 Ububele bako mabube ngumtutuzeli wam : ngokwelizwi lako esicakeni sako.
77 Inceba zako mazize kum, ndize ndipile : ngokuba umteto wako uluvuyo lwam.
78 Abane*r*atshi mabadaniswe, ngokuba bandipata kakubi bengenatuba : kodwa ndiyakuhlala ndizicinga iziyalo zako.
79 Mabati abakwoyikayo babuyele kum : nabazazileyo izingqinelo zako.
80 Inkliziyo yam mayiqiniswe ezimiselweni zako : ndize ndingabi nakudaniswa.

---

UMPEFUMLO wam uyapela kukulangazelela inkululo yako : kodwa nditembele ezwini lako.
82 Amehlo am ayapela kukulinqwenela ilizwi lako : ndisiti uyakunditutuzela ninina?



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

83 Ngokuba sendinjengemvaba esemsini :
kodwa andiyilibali noko imimiso yako.
84 Zingapina intsuku zesicaka sako : uya-
kugweba ninina abandizingayo ?
85 Abane*r*atshi bandimbe e izihogo : ezinge-
ngawo umteto wako.
86 Zonke ingxelo zako ziyinyaniso : bandi-
zinga ndingenatyala ; mandincedwe nguwe.
87 Bebepantsi ukunditshabalalisa emhla-
beni : koko ndingazilibalanga iziyalo zako.
88 Ndipilise ngokwobubele bako : ndandi-
yakuzigcina izingqinelo zomlomo wako.

---

ILIZWI lako, Nkosi, limi ezulwini : kude
kube ngunapakade.
90 Nenyaniso yako kwizizukulwana ngezi-
zukulwana : uwuqinisile umhlaba, uhleli ke.
91 Zihleli kwada kwa namhla ngokuzimisa
kwako : ngokuba zizizicaka zako zonke.
92 Ukuba umteto wako ubungelulo uvuyo
lwam : ngenditshabalalele kwasebunzimeni bam.
93 Andisayikuza ndizilibale iziyalo zako :
ngokuba undipilisile ngazo.
94 Ndingowako, zundikululule : ngokuba ndi-
zifunile iziyalo zako.
95 Abakohlakeleyo bebendilalele ukuze ba-
ndibulale : kodwa ndiyakuhlala ndizinakana
izingqinelo zako.
96 Ndiyazibona ukuba zonke izinto ziyape-
la : kodwa umteto wako ubanzi kakulu.

---

HAYI ukuwutanda kwam umteto wako :
ndihlala ndiwucinga imini yonke.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

98 Wena ngemiteto yako undipile ubulumko obungapezu kokwentshaba zam : ngokuba ikum ngamaxesha onke.
99 Ndinokuqonda ngokungapezu kokwabafundisi bam : ngokuba izingqinelo zako zikukucinga kwam.
100 Ndinobulumko obupezu kokwabadala : ngokuba ndiyayigcina imiteto yako.
101 Ndizinqandile inyawo zam kuyo yonke inkohlakalo : ndize ndiligcine ilizwi lako.
102 Andishenxanga kuzo izigwebo zako : ngokuba nguwe ondifundisileyo.
103 Hayi ukuba mnandi kwamazwi ako elulwimini lwam : angapezu kwobusi emlonyeni wam.
104 Ngazo iziyalo zako ndiyazuza ukuqonda : ngako oko ndiyazizonda zonke indhlela zenkohlakalo.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

ILIZWI lako lisisibane ezinyaweni zam : nesikanyiso ezindhleleni zam.
106 Ndifungile, ndandiyakuqinisa : okokuba ndiyakuzigcina izigwebo zako ezilungileyo.
107 Ndixakekile pezu kwembaliso : ndipilise, Nkosi, ngokwelizwi lako.
108 Yamkela, Nkosi, iminikelo yomlomo wam : undifundise izigwebo zako.
109 Umpefumlo wam uhlala usesandhleni sam : kodwa andiwulibali noko umteto wako.
110 Abakohlakeleyo banditiyele : kodwa andipambukanga noko eziyalweni zako.
111 Izingqinelo zako ndizibizile zibe lilifa



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

kude kube ngunapakade : ngokuba ziluvuyo lwenkliziyo yam.

112 Inkliziyo yam ndiyibekisele ekugcineni imiteto yako ngamaxesha onke : kude kube sekupeleni.

---

NDIYAZIZONDA inkumbulo ezingendawo : kodwa umteto wako ndiyawutanda.

114 Uyindawo yam yokupepela nekaka lam : itemba lam lisezwini lako.

115 Sukani kum, nina benzi benkohlakalo : ngokuba ndiyakuyigcina imiteto yo-Tixo wam.

116 Ndomeleze ngokwelizwi lako ndize ndidhl' ubomi : ungandidanisi ngokwetemba lam.

117 Mandixaswe nguwe, ndandiyakugcineka : lwaluyakuba semitetweni yako uvuyo lwam ngamaxesha onke.

118 Ubanyatele pantsi bonke abalahlekene nemimiso yako : ngokuba inkohliso yabo ibubuxoki.

119 Bonke abakohlakeleyo bomhlaba uyabalahla njengenklenga : ngako oko ndiyazitanda izingqinelo zako.

120 Inyama yam iyangcangcazela ngokwoyika wena : nangokuzoyika izigwebo zako.

---

NDENZILE ngomgwebo nangobulungisa : zungandilahleli kubabandezeli bam.

122 Zusivuyise isicaka sako ngokulungileyo : nabane*r*atshi mabangandibandezeli.

123 Amehlo am ayapela ngokunqwenela usi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ndiso lwako : nangokunqwenela ilizwi lobulu-
ngisa bako.
124 Senzele isicaka sako ngokwobubele ba-
ko : undifundise imimiso yako.
125 Ndisisicaka sako, ndinike ukuqonda :
ndize ndizazi izingqinelo zako.
126 Selilixesha, Nkosi, lokokuba uqale :
ngokuba bawonakalisile umteto wako.
127 Ngokuba imiteto yako ndiyayitanda :
pezu kwegolide, napezu kwegolide ecokisi-
weyo.
128 Ngako oko ndiyakuncoma ukulunga
kweziyalo zako ngento zonke : ndizizonde
zonke indhlela zobuxoki.

---

IZINGQINELO zako zingumangaliso : nga-
ko oko umpefumlo wam uyazigcina.
130 Ukungena kwamazwi ako kuyakanyisa :
kuyanika ingqondo kwizidenge.
131 Ndawuvula umlomo wam, ndabefuza :
ngokuba ndibe ndizinqwenela ingxelo zako.
132 Ndikangele ube nofefe kum : njengesi-
ko obusenza ngalo kwabatand' igama lako.
133 Waqinise amanyatela am elizwini lako :
makungabiko inkohlakalo endoyisayo.
134 Ndikulule ekubandezeleni kwabantu :
ndandiyakuyigcina imiteto yako.
135 Ubuso bako mabukanye pezu kwesicaka
sako : undifundise imimiso yako.
136 Amehlo am ayapalala ngamanzi : nge-
nxa yokuba abantu abawugcini umteto wako.

---

UNGOLUNGILEYO, Nkosi : zilungile ne-
zigwebo zako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

138 Izingqinelo ozenzileyo : zilungile ziyinyaniso kanye.

139 Ubungxamo bam bundigqibile : ngokuba intshaba zam ziwalibele amazwi ako.

140 Ilizwi lako liyingcwele kanye : ngako oko isicaka sako siyalitanda.

141 Ndimncinane, ndideliwe : kodwa andizilibali noko iziyalo zako.

142 Ubulungisa bako bubulungisa obungunapakade : nomteto wako uyinyaniso.

143 Ndifunyenwe zimbandezelo nabubuhlungu : kodwa imiteto yako iluvuyo lwam.

144 Ubulungisa bezingqinelo zako bungunapakade : ndiqondise, ndandiyakubudhla ubomi.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

NDIYABIZA ngenkliziyo yam yonke : ndipulapule, Nkosi, ndiyakuyigcina imiteto yako.

146 Ndiyabizela kuwe, ndisindise : ndandiyakuzigcina izingqinelo zako.

147 Kukwakusasa endibizela kuwe : ngokuba itemba lam lisezwini lako.

148 Amehlo am ayazipangela izivarasho zasebusuku : ndize ndicinge ilizwi lako.

149 Lipulapule ilizwi lam, Nkosi, ngenxa yobubele bako : undipilise ngokwesiko lako.

150 Basondela abaputum' inkohlakalo : bakude emtetweni wako.

151 Yiba kufupi kum, Nkosi : zonke ingxelo zako ziyinyaniso.

152 Nezingqinelo zako ndizazile kwakuda-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

la : ukuba uziqinisile kude kube ngunapakade.

---

BUKANGELE ubunzima bam, undikulule : ngokuba andiwulibali umteto wako.

154 Nditetelele, undikulule : undipilise ngokwelizwi lako.

155 Usindiso lukude kwabakohlakeleyo : ngokuba bengayifunanga imimiso yako.

156 Izibele zako zikulu kakulu, Nkosi : ndipilise ngokwesiko lako.

157 Baninzi abandizingayo, nabazintshaba zam : andishenxi ezingqinelweni zako noko.

158 Kulusizi kum ndakubabona aboni : ngokuba abawugcini umteto wako.

159 Kukumbule, Nkosi, ukuyitanda kwam imiteto yako : undipilise ngokwobubele bako.

160 Ilizwi lako liyinyaniso kwasekuqaleni : zonke izigwebo zobulungisa bako zihleli kude kuba ngunapakade.

---

NDAZINGWA nazinkosi ndingenatyala : kodwa inkliziyo yam iyaloyika ilizwi lako.

162 Ndiyalivuyela ilizwi lako : njengofumene amaxoba amakulu.

163 Ubuxoki ndibutyile ndabuzonda : ndiyawutanda umteto wako.

164 Kukasixenxe ngamininye endikudumisayo : ngenxa yezigwebo zako ezilungileyo.

165 Banoxolo olukulu abawutandayo umteto wako : bengayikuba nasikubekiso bona.

166 Ndilindele inkululo yako, Nkosi : nemiteto yako ndiyenzile.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

167 Umpefumlo wam uzigcinile izingqinelo zako : ndiyazitanda kakulu zona.

168 Ndizibambile iziyalo zako nezingqinelo zako : ngokuba zonke indhlela zam zipambi kwako.

---

ISIKALO sam masifikelele kuwe, Nkosi : ndinike ukuqonda ngokwelizwi lako.

170 Isikungo sam masize pambi kwako : ndikulule ngokwelizwi lako.

171 Umlomo wam uyakukudumisa : wakuba undifundisile imimiso yako.

172 Nolwimi lwam luyakuteta ngalo ilizwi lako : ngokuba yonke imiteto yako ilungile.

173 Isandhla sako masindincede : ngokuba ndiziqashile iziyalo zako.

174 Ndilangazelele inkululo yako, Nkosi : nomteto wako uluvuyo lwam.

175 Umpefumlo wam mawupile, uze ukudumise : nezigwebo zako mazindincede.

176 Ndiye ndadungudela njengegusha elahlekileyo : sifune isicaka sako, ngokuba ndingayilibali imiteto yako.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CXX.

EKUBANDEZELWENI kwam ndabizela e-Nkosini : yaza yandipulapula.

2 Nkosi, wukulule umpefumlo wam emlonyeni wobuxoki : naselulwimini lwenkohliso.

3 Uyakuvuzwa nganina, wena lulwimi lwenkohliso : kwa ngentolo ezibukali nezinamandhla, ndawonye namalahle avutayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Hayi ubunzima bam, endingopambukela e-Meseke : nondihleli ezintenteni zakwa-Kedare.

5 Umpefumlo wam kukade uhleli : nabalutiyayo uxolo.

6 Ndingowoxolo mina, kodwa ndakuteta : sebengabemfazwe bona.

ICULO CXXI.

NDIYAKUWAPAKAMISELA ezintabeni na amehlo am : uncedo lwam luyakuvela pina ?

2 Uncedo lwam luvela e-Nkosini : eyadala izulu nomhlaba.

3 Ayiyikuvuma ukuba lushukunyiswe unyawo lwako : okugcinayo akayikwozela.

4 Ogcina o-Sirayeli : akayikwozela akayikulala nobutongo.

5 INkosi ingumalusi wako : ne-Nkosi ingumgcini wako ngasekunene kwako.

6 Ilanga aliyikukwenza nto emini : nenyanga ebusuku.

7 INkosi iyakukulondoloza ebubini bonke : iwugcine umpefumlo wako.

8 INkosi iyakukugcina ukupuma kwako nokungena kwako : kwa kwelixesha kude kube ngunapakade.

ICULO CXXII.

NDAVUYA bakuti kum : Masiye endhlwini ye-Nkosi.

2 Inyawo zetu ziyakuma ngapakati kwamasango ako : Yerusaleme.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 I-Yerusaleme iyakiwe njengesixeko : esiqi-
nileyo ngapakati kwaso.
4 Apo zinyukela kona izizwe, kwa izizwe ze-
Nkosi : esingqinelweni so-Sirayeli, ziye kubu-
lela egameni le-Nkosi.
5 Ngokuba zilapo izihlalo zokugweba : nesi-
hlalo sendhlu ka-Davide.
6 Yiceleleni i-Yerusaleme uxolo : bayakuba
netamsanqa abakutandayo.
7 Makubeko uxolo pakati kwendonga zako :
netamsanqa pakati kwezindhlu zako zobukosi.
8 Ngenxa yabazalwane bam nabalingane
bam : ndiyakuti kaloku, uxolo malubeko pa-
kati kwako.
9 Ngenxa yendhlu ye-Nkosi yo-Tixo wetu :
ndiyakukwenzela okulungileyo.

ICULO CXXIII.

NDIYAWAPAKAMISELA kuwe amehlo am : Wena ohleliyo ezulwini.
2 Kwa njengokuba amehlo ezicaka akangela
esandhleni senkosi zazo, nanjengokuba amehlo
esicakakazi akangela esandhleni senkosikazi
yaso : kwanjalo amehlo etu ayikangela i-Nkosi
engu-Tixo wetu, ide ibe nofefe pezu kwetu.
3 Yiba nofefe kuti, Nkosi, yiba nofefe kuti :
ngokuba singabadeliweyo kanye.
4 Umpefumlo wetu uzele zizidelo zabahleli
ngokwonwabileyo : nasisidelo sabane*r*atshi.

ICULO CXXIV.

UKUBA ibingeyiyo i-Nkosi ebisecaleni letu, bangatsho kaloku o-Sirayeli : ukuba ibi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngeyiyo i-Nkosi ebisecaleni letu, bakuvukelana nati abantu ;

2 Ngebesiginyile sisahleli : usavuta umsindo wabo ngakuti.

3 Nge-esintywilisile amanzi : nomsinga ngewudhlule pezu kwompefumlo wetu.

4 Nge-edhlule pezu kwompefumlo wetu : amanzi abaneratshi.

5 Maidunyiswe i-Nkosi : engasinikelanga sibe lixoba emazinyweni abo.

6 Umpefumlo wetu usindile njengentaka esigwini somtiyeli : isigu sapukile, saza sasinda.

7 Uncedo lwetu lusegameni le-Nkosi : eyadala izulu nomhlaba.

ICULO CXXV.

ABATEMBEL' e-Nkosini bayakuba njengentaba ye-Ziyone : engenakushukunyiswa, kodwa ihleli kude kube ngunapakade.

2 Njengokuba intaba ziyayigqonga i-Yerusaleme : kwanjalo i-Nkosi iyabangqonga abantu bayo, kwa kwelixesha kude kube ngunapakade.

3 Ngokuba ubukosi babakohlakeleyo abuyikusondela esahlulweni sabalungileyo : hleze abalungileyo bazolule izandhla zabo ngasenkohlakalweni.

4 Yenza okulungileyo, Nkosi : kubankliziyo zilungile ziyinene.

5 Kanti ababuyel' enkohlakalweni yabo : i-Nkosi iyakubahambisa ndawonye nabenzi benkohlakalo ; kodwa kuyakubako uxolo pezu kwo-Sirayeli.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CXXVI.

YAKUKUBUYISA i-Nkosi ukutinjwa kwe-Ziyone : besinjengababapupayo.

2 Umlomo wetu wazaliswa kukuhleka : no-lwimi lwetu luvuyo.

3 Baza bati pakati kwezizwe : INkosi ibe-nzele into ezinkulu.

4 INkosi isenzele into ezinkulu : kungoku sivuyayo.

5 Kubuyise ukutinjwa kwetu, Nkosi : nje-ngemilambo yasezantsi.

6 Abahlwayela ngenyembezi : bayakuvuna ngovuyo.

7 Osukuba epuma elila, etwele imbewu enqa-bileyo : uyakubuyabuye ngovuyo, eze nazo izitungu zake.

### ICULO CXXVII.

UKUBA indhlu ayakiwa yi-Nkosi : umse-benzi wabayakayo ungongendawo.

2 Ukuba isixeko asigcinwa yi-Nkosi : umva-rashi ufuman' ehleli epapamile.

3 Nifumana nivuka kwakusasa, nihlale kude kube sebusuku, nisidhle isonka sesitukutezi : ibenjenjalo ukupumza abatandwa bayo nje.

4 Abantwana balilifa elivela e-Nkosini : ne-siqamo sesizalo singumvuzo wayo.

5 Njengezikali esandhleni sonamandhla : ba-njalo abantwana abatsha.

6 Unetamsanqa umntu ompongolo uzele nga-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

bo : abayikudana bakuteta nentshaba zabo kwasemasangweni.

ICULO CXXVIII.

BANETAMSANQA bonke abayoyikayo i-Nkosi : nabahambayo ezindhleleni zayo.

2 Ngokuba uyakuwudhla umsebenzi wezandhla zako : uyakuba netamsanqa, kulunge konke kuwe.

3 Umfazi wako uyakuba njengomti weveyine exakatayo : emacaleni endhlu yako ;

4 Abantwana bako bayakuba njengemitana yeminquma : beyijikeleza itafile yako.

5 Uyakutanyusanqeliswa njalo : umntu oyoyikayo i-Nkosi.

6 INkosi iyakukutamsanqelisa e-Ziyone : wauyakuyibona i-Yerusaleme yonwabile ngayo yonke imihla yokudhla kwako ubomi.

7 Uyakubona abantwana babantwana bako : kwa noxolo pezu kwo-Sirayeli.

ICULO CXXIX.

KUFUTI bebendibandezele kwa sebutsheni bam : bangatsho kaloku o-Sirayeli.

2 Kufuti bebendibandezele kwa sebutsheni bam : kodwa abandoyisanga noko.

3 Abalimi balima emhlana wam : bayenza mide imigca yabo.

4 INkosi inobulungisa : izinqumle intambo zabakohlakeleyo.

5 Mabadaniswe babuyiswe ngomva : bonke abayitiyayo i-Ziyone.

6 Mababe njengengca emila pezu kwezindhlu : ebunayo engekakuli ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRES

7 Eti umsiki angasizalisi isandhla sake ngayo : nobopayo izitungu angayizalisi ingalo yake.

8 Nabadhlulayo abatsho nokuti, Isitamsanqeliso se-Nkosi masibe pezu kwenu : siyanitamsanqelisa egameni le-Nkosi.

ICULO CXXX.

NDIBIZELE kuwe, Nkosi, kwa sezinzulwini : Nkosi, lipulapule ilizwi lam.

2 Indhlebe zako mazilipulapule : ilizwi lezikungo zam.

3 Ukuba wena, Nkosi, ubuyakunakana izikohlakalo : bekuyakusala banina, Nkosi?

4 Kodwa wauyakwoyikwa : ngokuba unofefe.

5 Ndiyayilinda i-Nkosi, umpefumlo wam uyilindele : itemba lam lisezwini layo.

6 Umpefumlo wam uyayilangazelela i-Nkosi : ngapezu kwabalind' ukusa, kwa ngapezu kwabalind' ukusa.

7 O-Sirayeli mabatembele e-Nkosini, ngokuba i-Nkosi inobubele : inenkululo engapeliyo.

8 Yaiyakubakulula o-Sirayeli : kuzo zonke izikohlakalo zabo.

ICULO CXXXI.

NKOSI, andingoneratshi : andingomehlo apakamileyo.

2 Andingokatalela into ezinkulu : nezindoyisayo ngokungaqondeki kwazo.

3 Kodwa ndiyaweyisa umpefumlo wam, ndi-



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

wululamise, njengomntwana olunyulweyo kunina : umpefumlo wam unjengomntwana olunyulweyo.
4 O-Sirayeli mabatembele e-Nkosini : kwa kwelixesha kude kube ngunapakade.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CXXXII.

NKOSI, mkumbule u-Davide : nobunzima bake bonke ;
2 Ukufunga kwake e-Nkosini : nesibambiso abesenzile ku-Somandhla ka-Yakobi ;
3 Esiti, ngenyaniso andiyikungena pantsi kwentungo yendhlu yam : andiyikunyukela nasekoyeni yam ;
4 Amehlo am andiyikuwanika ubutongo : nenkope zam andiyikuzinika ukwozela ;
5 Ndide ndifumanele i-Nkosi indawo : ndimfumanele u-Somandhla ka-Yakobi indawo yokuhlala.
6 Sakuva oko kwase-Eferata : sakufumana ezindhle nasemahlatini.
7 Siyakungena ezintenteni zake : sitobe esitulweni senyawo zake.
8 Pakama, Nkosi, uye endaweni yokupumla kwako : wena netyeya yamandhla ako.
9 Abapriste bako mabavatiswe ngobulungisa : nabangcwele bako mabadanduluke ngovuyo.
10 Ngenxa ka-Davide isicaka sako : zunga bufihli ubuso bomtanjiswa wako.
11 INkosi ifungile ku-Davide ngokwenyaniso : ayiyikuguquka ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

12 Isiti, owenzalo yomzimba wako : ndiya-
kumhlalisa esihlalweni sako sobukumkani.
13 Ukuba abantwana bako bayakugcina uce-
bano lwam nezingqinelo zam endiyakubafu-
ndisa zona : boti nabantwana babo bahlale
esihlalweni sako sobukumkani kude kube ngu-
napakade.
14 Ngokuba i-Nkosi iyiqashile i-Ziyone : iyi-
nqwenele ibe sisihlalo sayo.
15 Isiti, yindawo yokupumla lè kude kube
ngunapakade : ndiyakuhlala apa ngokuba ndi-
yinqwenele.
16 Ukudhla kwayo ndiyakukutamsanqelisa
kakulu : amahlwempu ayo ndiyakuwahlutisa
ngesonka.
17 Abapriste bayo ndiyakubavatisa ngobulu-
ngisa : nabangcwele bayo bayakudanduluka
ngovuyo.
18 Kulapo endiyakuluhlumisela kona upo-
ndo luka-Davide : umtanjiswa wam ndimlu-
ngisele isibane.
19 Ngokuba intshaba zake ndiyakuzivatisa
ngodano : kodwa isitsaba sake siyakutyatya-
mba pezu kwake.

## ICULO CXXXIII.

HAYI ukuba kuhle nokuba mnandi : okokuba abazalwane bahlale ndawonye ngotandano!
2 Kunjengeoli enqabileyo pezu kwenkloko
eyehlela nasezindevini : kwasezindevini zika-
Arone, neyehlela kwada kwasezincameni ze-
ngubo zake.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 Njengombete wase-Heremone : nowehlayo
pezu kwentaba ye-Ziyone.
4 Ngokuba bekulapo i-Nkosi ibisitembisile
isitamsanqeliso sayo : nokudhliwa kwobomi
kude kube ngunapakade.

ICULO CXXXIV.

YIDUMISENI i-Nkosi : nonke nina zicaka ze-Nkosi ;
2 Eniti ebusuku nime endhlwini ye-Nkosi :
kwasemakusini endhlu yo-Tixo wetu.
3 Zipakamiseni izandhla zenu endaweni e-
ngcwele : niyidumise i-Nkosi.
4 INkosi eyadala izulu nomhlaba : maikuta-
msanqelise kwase-Ziyone.

ICULO CXXXV.

YIBONGENI i-Nkosi, nilidumise igama layo : libongeni, nina zicaka ze-Nkosi ;
2 Nina enimiyo endhlwini ye-Nkosi : nase-
makusini endhlu yo-Tixo wetu.
3 Yibongeni i-Nkosi, ngokuba i-Nkosi inobu-
bele : nicule amaculo egameni layo ngokuba
limnandi.
4 Ngokuba i-Nkosi iziqashele u-Yakobi : no-
Sirayeli aze abe yindyebo yayo enqabileyo.
5 Ngokuba ndiyazi ukuba i-Nkosi inkulu :
nokokuba i-Nkosi yetu ipezu kwabo bonke
otixo.
6 Yaikwenza konke ebikutanda, ezulwini na-
semhlabeni : elwandhle nasezinzulwini zonke.
7 Iyawavelisa amafu ezincameni zomhlaba :
itume ukubaneka ndawonye nemvula, ivelise
nemimoya ezindaweni zayo zendyebo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Eyabeta amazibulo ase-Jipete : awabantu
nawenkomo.
9 Eyatuma imiqondiso nemimangaliso pakati
kwako, Jipete : pezu kwo-Faro, napezu kwazo
zonke izicaka zake.
10 Eyabeta izizwe ezikulu : yabulala oku-
mkani abanamandhla ;
11 U-Sehone ukumkani wama-Amori, no-
Oge ukumkani we-Bashane : nazo zonke izi-
kumkani zase-Kanane ;
12 Yawunika umhlaba wabo ube lilifa : libe
lilifa lo-Sirayeli abantu bayo.
13 Igama lako, Nkosi, lingunapakade : nesi-
kumbuzo sako, Nkosi, sikwizizukulwana nge-
zizukulwana.
14 Ngokuba i-Nkosi iyakubagwebela abantu
bayo : ibe nofefe pezu kwezicaka zayo.
15 Izitixo zabaheyideni ziyisilivere negolide :
zingumsebenzi wezandhla zabantu.
16 Zinemilomo, kanti aziteti : zinamehlo,
kanti aziboni.
17 Zinendhlebe, kanti aziva: azipefumli nge-
milomo yazo.
18 Abazenzayo bayafana kwa nazo : banjalo
nabo bonke abatembela kuzo.
19 Yidumiseni i-Nkosi, nina ndhlu ka-
Sirayeli : yidumiseni i-Nkosi, nina ndhlu ka-
Arone.
20 Yidumiseni i-Nkosi, nina ndhlu ka-Levi :
nonke eniyoyikayo i-Nkosi, yidumiseni i-
Nkosi.
21 Maidunyiswe i-Nkosi kwase-Ziyone : e-
hleli e-Yerusaleme. Yidumiseni i-Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CXXXVI.

YIBULELENI i-Nkosi, ngokuba ilungile : nobubele bayo bungunapakade.

2 Mbuleleni u-Tixo ka-Tixo : ngokuba ububele bake bungunapakade.

3 Yibuleleni i-Nkosi kankosi : ngokuba ububele bayo bungunapakade.

4 Kuye ongoyedwa owenz' imimangaliso emikulu : ngokuba ububele bake bungunapakade.

5 Kuye owadala amazulu ngobulumko bake : ngokuba ububele bake bungunapakade.

6 Kuye owawandhlala umhlaba pezu kwamanzi : ngokuba ububele bake bungunapakade ;

7 Kuye owadala izikanyiso ezikulu : ngokuba ububele bake bungunapakade ;

8 Ilanga elilelokupata imini : ngokuba ububele bake bungunapakade ;

9 Inyanga nenkwenkwezi ezizezokupata ubusuku : ngokuba ububele bake bungunapakade.

10 Owayibeta i-Jipete namazibulo ayo : ngokuba ububele bake bungunapakade.

11 Wabakupa o-Sirayeli pakati kwabo : ngokuba ububele bake bungunapakade ;

12 Ngesandhla esinamandhla, nangengalo epakamileyo : ngokuba ububele bake bungunapakade.

13 Owalucanda kubini ulwandhle olubomvu : ngokuba ububele bake bungunapakade.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Wabaweza kulo o-Sirayeli : ngokuba ububele bake bungunapakade.
15 Owatshabalalisa u-Faro nempi yake elwandhle olubomvu : ngokuba ububele bake bungunapakade.
16 Owakokela abantu bake enklango : ngokuba ububele bake bungunapakade.
17 Owatshabalalisa okumkani abakulu : ngokuba ububele bake bungunapakade ;
18 Nowabulala okumkani abanamandhla : ngokuba ububele bake bungunapakade ;
19 U-Sehone ukumkani wama-Amori : ngokuba ububele bake bungunapakade ;
20 No-Oge ukumkani we-Bashane : ngokuba ububele bake bungunapakade ;
21 Wawunika umhlaba wabo ube lilifa : ngokuba ububele bake bungunapakade.
22 Ube lilifa lika-Sirayeli isicaka sake : ngokuba ububele bake bungunapakade.
23 Owasikumbulayo oko besisekubandezelweni : ngokuba ububele bake bungunapakade ;
24 Wasisindisa ezintshabeni zetu : ngokuba ububele bake bungunapakade.
25 Ozamkelisayo ukudhla into zonke ezinobomi : ngokuba ububele bake bungunapakade.
26 Mbuleleni u-Tixo wasezulwini : ngokuba ububele bake bungunapakade.

## ICULO CXXXVII.

SAHLALA pantsi salila ngasemilanjeni yase-Babilone : sakukukumbula wena, Ziyone.
2 Ihadi zetu sazixoma : eminculubeni epakati kwayo.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

3 Ngokuba kwalapo abasitimbileyo babiza iculo kuti, nabasicitileyo babiza imihlali pakati kwobunzima betu : besiti, Siculeleni kumaculo ase-Ziyone.

4 Siyakulitinina ukucula iculo le-Nkosi : emhlabeni esingawaziyo ?

5 Ukuba ndiyakulibala wena, Yerusaleme : isandhla sam sokunene masibulibale ubuncibi baso.

6 Nxa ndingakukumbuliyo, ulwimi lwam malwome emlonyeni wam : nxa ndingakukumbuliyo, Yerusaleme, napezu kwemigcobo yam.

7 Bakumbule, Nkosi, onyana baka-Edome, abebesiti emini ye-Yerusaleme : Yiwiseni, yikahleliseni pantsi, kude kube sezisekweni zayo.

8 Wena ntombi yase-Babilone, ozakutshatyalaliswa : makabe netamsanqa osukuba ekupindezela, ngento owasenza ngayo tina.

9 Makabe netamsanqa osukuba ezitabata intsana zako : azikahlele ematyeni.

## ICULO CXXXVIII.

NDIYAKUBULELA kuwe, Nkosi, ngenkliziyo yam yonke : ndiyakucula amaculo kuwe pambi kwo-Tixo.

2 Umtandazo wam ndiyakuwubekisa etempileni yako engcwele, ndilidumise igama lako ngenxa yobubele bako nenyaniso yako : ngokuba ulipakamisile igama lako nelizwi lako pezu kwento zonke.

3 Ute ndakubizela kuwe, wandipendula : wawomeleza ngamandhla umpefumlo wam.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

4 Bonke okumkani bomhlaba bayakukudu-
misa, Nkosi : ngokuba bewavile amazwi omlo-
mo wako.
5 Bayakucula ezindhleleni ze-Nkosi : oko-
kuba bukulu ubungcwalisa be-Nkosi.
6 Ngokuba nakuba i-Nkosi ipakamile, iyaba-
kangela abalulamileyo : kodwa abaneratshi
iyabazi besekude.
7 Nakuba ndihambayo pakati kwembande-
zelo, uyakundipilisa : uyakusolula isandhla
sako pezu kwomsindo wentshaba zam, sasiya-
kundikulula isandhla sako sokunene.
8 INkosi iyakubugqiba ububele bayo bunga-
kum : ufefe lwako, Nkosi, luhleli kude kube
ngunapakade, zuze ungawudeli umsebenzi
wezandhla zako.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CXXXIX.

NKOSI, undilingile, wandazi : uyakwazi uku-
hlala pantsi kwam, nokuvuka kwam, ne-
nkumbulo zam uyazazi zingekabiko.
2 Uko ekuhambeni kwam nasekulaleni
kwam : uyazazi zonke indhlela zam.
3 Ngokuba akuko lizwi elulwimini lwam :
ungaligqibelanga ukulazi, Nkosi.
4 Ungondidalileyo ngasemva nangapambili :
wasibeka isandhla sako pezu kwam.
5 Ukwazi okunjalo kungumangaliso, kuya-
ndeyisa kanye : andinakukufikelela.
6 Ndiyakuzifihla njanina ku-Moya wako :
ndiyakubusaba njanina ubuso bako?
7 Ukuba ndiyenyukela ezulwini, ukona : u-



Digitized by INTERNET ARCHIVE  Original from LIBRARY OF CONGRESS

kuba ndiyehlela enklalweni yabafileyo, uko
nakona.
8 Nokuba ndiyatabata amapiko okusa : ndi-
ye kuhlala ezincameni zolwandhle ;
9 Kwa kona isandhla sako siyakundikokela :
nesokunene sako siyakundibamba.
10 Nokuba nditi, Ngokwenyaniso ubumnya-
ma buyakundifihla : busuke ubumnyana bu-
guqulwe bube kukukanya kum.
11 Ngokwenyaniso ubumnyama abufihli nto
kuwe, nobusuku buyakanya njengemini : ubu-
mnyama nokukanya kuyafana kuwe.
12 Ngokuba izintso zam zizezako : nguwe
owandifihlayo esiswini sikamà.
13 Ndiyakukubulela, ngokuba ndidaliwe
ngokungumangaliso nangokwoyikekileyo : imi-
sebenzi yako eyeyokutelwa nqa, umpefumlo
wam uyazi kakulu.
14 Ukumila kwam bekungakufihlelwanga :
okuya ndandisenziwe emfihlakalweni, ndada-
lwa emazantsi omhlaba.
15 Amehlo ako akubona ukumila kwam,
kungekalungi : nawo onke amalungu am aba-
liwe encwadini yako ;
16 Awabesenziwa imihla ngemihla : kunge-
kabiko nalinye kuwo.
17 Hayi ukuba mnandi kwenkumbulo zako
kum, Tixo : nokuba likulu kwenani lazo !
18 Nokuba bendizakuzibala beziyakuyigqi-
tisa nenklabati yolwandhle ngobuninzi : nanxa
ndivukayo, ndisenawe.
19 Ngenyaniso uyakubabulala abakohlake-
leyo, Tixo : mkani kum, nonke nina bantu be-
gazi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

20 Ngokuba bateta ngawe ngokukohlakeleyo : intshaba zako zifumana zilibize igama lako.

21 Andibatiyi na, Nkosi, abakutiyayo : akukubi na kum ngenxa yabavukelana nawe?

22 Ndiyabazonda ngokuzonda okukulu : balutshaba kum.

23 Ndilinge, Tixo, uze uyazi inkliziyo yam : ndilinge uze uzazi inkumbulo zam ;

24 Ubone ukuba kuko indhlela yenkohlakalo kum : undihambise endhleleni engunapakade.

## ICULO CXL.

NDISINDISE, Nkosi, emntwini okohlakeleyo : undilondoloze emntwini wenkohlakalo ;

2 Abaqing' inkohlakalo ezinkliziyweni zabo : behlala bezenz' imfazwe imini yonke.

3 Balubazile ulwimi lwabo njengenyoka : ubuhlungu bama*r*amba busemilonyeni yabo.

4 Ndigcine, Nkosi, ezandhleni zabakohlakeleyo : undilondoloze emntwini wenkohlakalo, abangxamel' ukuwawisa amanyatela am.

5 Abane*r*atshi banditiyele ngomgibe, bandhlale utambo : banditiyele nangentambo endhleleni yam.

6 Ndite e-Nkosini, Ungu-Tixo wam wena : lipulapule, Nkosi, ilizwi lezikungo zam.

7 Nkosi Tixo, ungamandhla enkululo yam : ubuyigcinile inkloko yam ngemini yokulwa.

8 Nkosi, zungayivumeli inkanuko yokohlakeleyo : malingalungi iqinga labo, hleze babe ne*r*atshi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

9 Isenzakalo semilomo yabo masiwe pezu kwenkloko : zabo abandingqongayo.

10 Mababawelwe ngamalahle esitsha : mabaposelwe emlilweni, kwasesihogweni, baze bangabi savuka.

11 Umntu ohlebayo akayikuqiniswa emhlabeni : ububi buyakubazinga abakohlakeleyo, bude bubafumane.

12 Ndiyazi okokuba i-Nkosi iyakuwatetelela amahlwempu : iligwebe netyala losweleyo.

13 Ngokwenyaniso abalungileyo bayakulibulela igama lako : nabangabenyaniso bayakuhlala ebusweni bako.

## ICULO CXLI.

NKOSI, ndibizela kuwe, ngxamela kum : ulipulapule ilizwi lam ndakubizela kuwe.

2 Umtandazo wam mawube njengesiqumiso ebusweni bako : nokupakanyiswa kwezandhla zam makube njengomnikelo wangokuhlwa.

3 Nkosi, misa umlindi emlonyeni wam : uwugcine umnyango womlomo wam.

4 Inkliziyo yam mayingeyeli entweni ekohlakeleyo : iyekwenza izenzo ezikohlakeleyo ndawonye namadoda enkohlakalo, hleze ndidhle ezintweni abazitandayo.

5 Olungileyo makandibete : andohlwaye, kwakuyakuba mnandi kum.

6 Kwakuyakuba yioli engayikundiqekeza inkloko : ndandiyakutandazela ukutshabalala kwenkohlakalo yabo.

7 Abagwebi babo mabakahleliswe pantsi ezindaweni ezinamatye : baze baweve amazwi am, ngokuba amnandi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Amatambo etu ate sa ngasengcwabeni : njengokungati bekucandwe inkuni emhlabeni.
9 Amehlo am akangele kuwe, Nkosi Tixo : itemba lam likuwe, zuze ungawulahli umpefumlo wam.
10 Ndigcine elutanjeni abanditiyele ngalo : nasemigibeni yabenzi benkohlakalo.
11 Abakohlakeleyo mababanjiswe kwasemigibeni yabo : kodwa mandisinde mina.

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CXLII.

NDABIZELA e-Nkosini ngelizwi lam : ndasenzela e-Nkosini isililo sam.
2 Ndasipalaza isililo sam ebusweni bayo : ndayibonisa inkatazo yam.
3 Wakuba weyiswe umoya wam pakati kwam, ubuyazi wena indhlela yam : endhleleni ebendihamba ngayo banditiyela ngentambo ezifihlakeleyo.
4 Ndakangela ngasekunene kum : akwabiko ongandaziyo.
5 Andinandawo yokuba ndisabele kuyo : akwabiko okatalalayo umpefumlo wam.
6 Ndabizela kuwe, Nkosi, ndati : Nguwe oyindawo yam yokupepela, nelifa lam emhlabeni wabahleliyo.
7 Sipulapule isililo sam : ngokuba ndit otywe kakulu.
8 Ndikulule kwabandizingayo : ngokuba bayandeyisa ngamandhla.
9 Wukupe umpefumlo wam entolongweni, ndize ndilidumise igama lako : abalungileyo



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

bayakundingqonga, ngokuba uyakundenzela ngobubele.

## ICULO CXLIII.

WUVE umtandazo wam, Nkosi, sipulapule isililo sam : ndipendule ngenyaniso yako nangenxa yobulungisa bako.

2 Ungangeni ekugwebeni ngakuso isicaka sako, Nkosi : ngokuba ebusweni bako akuyikugwetyelwa namnye umntu ohleliyo.

3 Ngokuba utshaba luwuzingile umpefumlo wam ; lubukahlele pantsi ubomi bam : lwandilahlela, ebumnyameni, njengabakade befile.

4 Ngako oko umoya wam weyisiwe ngapakati kwam : nenkliziyo yam ihleli ze pakati kwam.

5 Ndiyayikumbula imihla yakudala ; ndiyacinga zonke izenzo zako : ndiwunakane wonke umsebenzi wezandhla zako.

6 Izandhla zam ndiyazolulela kuwe : umpefumlo wam ukunxanelwe njengomhlaba owomileyo.

7 Ndipulapule kamsinya, Nkosi, umpefumlo wam uyapela : zungandifihleli ubuso bako hleze ndibe njengabahlele esihogweni.

8 Ndivise ububele bako kwakusasa, ngokuba nditembele kuwe : ndazise indhlela endiyakuhamba ngayo, ngokuba ndiwupakamisele kuwe umpefumlo wam.

9 Ndilondoloze, Nkosi, ezin habeni zam : ngokuba ndizimele kuwe.

10 Ndifundise ukuyenza intando yako, ngokuba ungu-Tixo wam : no-Moya wako olu-



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

ngileyo makandikokele emhlabeni wobulungisa.

11 Ndipilise, Nkosi, ngenxa yegama lako : uti ngenxa yobulungisa bako uwukupe ezimbandezelweni umpefumlo wam.

12 Uti ngobubele bako uzinqamle intshaba zam : ubatshabalalise bonke abawubandezelayo umpefumlo wam, ngokuba ndisisicaka sako mina.

## UMBEDESHO WAKUSASA.

### ICULO CXLIV.

MAIDUNYISWE i-Nkosi engamandhla am : efundisa izandhla zam imfazwe, neminwe yam ukulwa ;

2 Elitemba lam, nehlati lam, inqaba yam nomkululi wam, nekaka lam enditembele kulo : eboyisayo abantu bam abapantsi kwam.

3 Nkosi, uyinina umntu, lento umkumbulayo : nonyana womntu, lento umnakanayo ?

4 Umntu unjengokungendawo : imihla yake iyadhlula njengesitunzi.

5 Watobe amazulu, Nkosi, uhle : zicukumise intaba, zaziyakuquma.

6 Yitume imibane yako, ubacite : tola ngentolo zako, ubatshabalalise.

7 Sivelise isandhla sako pezulu : ndikulule, undikupe ezinzulwini zamanzi, nasezandhleni zabantwana abasemzini ;

8 Abamlomo uteta okungendawo : nabasokunene sisokunene sobuxoki.

9 Ndiyakukuculela iculo elitsha, Tixo : ndiyakukubonga ngohadi oluntambo zilishumi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

10 Obasindisayo okumkani : nowasindisa
isicaka sake u-Davide esi*r*eleni esibulalayo.
11 Ndikulule, undihlangule esandhleni saba-
ntwana abasemzini : abamlomo uteta oku-
ngendawo, nabasokunene sisokunene sobu-
xoki.
12 Baze onyana betu ebutsheni babo babe
njengemiti eluhlaza : ziti nentombi zetu zibe
njengamatye akazimlayo etempileni ;
13 Ziti nezisele zetu zizale ngako konke
okudhliwayo : ziti negusha zetu zizale ngama-
wakawaka enkundhleni zetu ;
14 Ziti nenkabi zetu zomelele ekusebenzeni,
kungabiko ukugqobozela pakati, nokutinjwa :
kungabiko nokukalaza ezitrateni zetu.
15 Banetamsanqa abantu abanklalo injalo :
ngokwenene banetamsanqa abantu, aba-Tixo
ngoyi-Nkosi.

ICULO CXLV.

NDIYAKUKUDUMISA, Tixo wam, Ku-
mkani wam : ndilibonge igama lako ku-
de kube ngunapakade.
2 Imihla yonke ndokudumisa : ndibonge
igama lako kude kube ngunapakade.
3 INkosi inkulu, ifanel' ukudunyiswa ka-
kulu : ubukulu bayo bupezu kwembaliso.
4 Esinye isizukulwana siyakuyidumisa imi-
sebenzi yako kwesinye : siyishumayele imi-
mangaliso yako.
5 Ndiyakubushumayela ubukulu bobungcwa-
lisa bodumo lwako : nezenzo zako ezinguma-
ngaliso ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

6 Zize zaziwe izenzo zako ezoyikekayo : nda-
ndiyakushumayela ubukulu bako.
7 Babeyakukumbula ububele bako obukulu :
bacule ngabo ubulungisa bako.
8 INkosi inofefe, inosizi : iqumba kade, ino-
bubele obukulu.
9 INkosi iyabatanda abantu bonke : nobube-
le bayo bupezu kwayo yonke imisebenzi yayo.
10 Yonke imisebenzi yako iyakukubulela,
Nkosi : nabangcwele bako bayakukudumisa.
11 Bayakubushumayela ubungcwalisa bobu-
kumkani kako : batete nangamandhla ako;
12 Ukuze amandhla ako, nobungcwalisa
bako, nobukulu bobukumkani bako : baziwe
ngabo bonke abantu.
13 Ubukumkani bako bubukumkani obu-
ngunapakade : nobukosi bako bubobezizuku-
lwana ngezizukulwana.
14 INkosi iyabaxasa bonke abawayo : ibapa-
kamise bonke abatotyiweyo.
15 Amehlo ento zonke alinda wena, Nkosi :
uyazamkelisa ukutya kwazo ngexesha lako.
16 Uyasivula isandhla sako : uyikolise inka-
nuko zento zonke ezihleliyo.
17 INkosi ilungile ngazo zonke indhlela
zayo : ingcwele ngayo yonke imisebenzi yayo.
18 INkosi ikufupi kubo bonke ababizela
kuyo : kubo bonke ababizela kuyo ngokwe-
nyaniso.
19 Iyakuyikolisa inkanuko yabayoyikayo :
iyakusipulapula isililo sabo, ibancede.
20 INkosi iyabagcina bonke abayitandayo :
ibatshabalalise bonke abakohlakeleyo.
21 Umlomo wam uyakuyidumisa i-Nkosi :



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

makuti konke okuhleliyo kulidumise igama
layo elingcwele kude kube ngunapakade.

ICULO CXLVI.

YIDUMISE i-Nkosi, mpefumlo wam; ngalo
lonke ixesha endisahleli ngalo ndiyakuyi-
dumisa i-Nkosi : ndihlale ndimculele amaculo
u-Tixo wam.
2 Maningabeki itemba lenu ezinkosini,
nakonyana babantu : ekungeko luncedo kubo.
3 Ngokuba wakupuma umpefumlo womntu
uyakubuyela kwaselutulini : zize inkumbulo
zake zitshabalale kwa ngalomini.
4 Unetamsanqa lowo oncedo lungu-Tixo ka-
Yakobi : otemba liyi-Nkosi u-Tixo wake;
5 Owadala izulu nomhlaba, ulwandhle nento
zonke ezikulo : nozikumbulayo izitembiso zake
kude kube ngunapakade;
6 Obagwebelayo ababandezelweyo : noba-
dhlisayo abalambileyo.
7 INkosi iyabakulula abatinjiweyo : i-Nkosi
iyazibonisa imfama.
8 INkosi iyabapakamisa abatotyiweyo : i-
Nkosi iyabatanda abalungileyo.
9 INkosi iyabagcina abasemzini; iyazinceda
inkedama nomhlolokazi : kodwa indhlela ya-
bakohlakeleyo iyayitshabalalisa.
10 INkosi yako, Ziyone, kwa u-Tixo wako
uyakupata ubukumkani kude kube ngunapa-
kade : yidumiseni i-Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

## UMBEDESHO WANGOKUHLWA.

### ICULO CXLVII.

YIDUMISENI i-Nkosi, ngokuba kuyinto elungileyo ukucula amaculo ku-Tixo wetu : ngokuba kuyinto elungileyo nefaneleyo ukubulela.

2 INkosi iyayaka i-Yerusaleme : ibabute abalahliweyo bakwa-Sirayeli.

3 Iyabapilisa abankliziyo zigqobokileyo : iyawabopa amanxeba abo.

4 Iyalibala inani lenkwenkwezi : izibize zonke ngamagama azo.

5 INkosi yetu inkulu, namandhla ayo makulu : nobulumko bayo abunakupela.

6 INkosi iyabapakamisa abalulamileyo : kodwa abakohlakeleyo iyabakahlelisa pantsi.

7 Culani e-Nkosini ngombulelo : nicule amaculo ngohadi ku-Tixo wetu ;

8 Olisibekelisayo ngamafu izulu, nolungisela umhlaba imvula : nohlumisa utyani ezintabeni ;

9 Uyazamkelisa inkomo ukutya kwazo : namatole onomyayi alilela kuye.

10 Akawakataleli amandhla ehashe : akayibuki nemilenze yendoda.

11 Kodwa i-Nkosi itanda abayoyikayo : nabatembel' ebubeleni bayo.

12 Yidumise i-Nkosi, Yerusaleme : mdumise u-Tixo wako, Ziyone.

13 Ngokuba eyomelezile imivalo yamasango ako : elutamsanqelisile usapo lwako pakati kwako.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

14 Uyakwenzela uxolo emideni yako : akuhlutise ngenqolowa ecolekileyo.
15 Uyawutumela emhlabeni umteto wake : ilizwi lake liyakauleza kakulu.
16 Uyalinisa ikepu njengoboya : ayihlwayele ingqele njengotutu.
17 Uyawuposela emhlabeni umkence wake njengemvutuluka : ngubanina ongamelana nengqele yake ?
18 Uyalituma ilizwi lake, zinyibilike : avutele nangomoya wake, ele amanzi.
19 Walishumayela ku-Yakobi ilizwi lake : iziteto zake nezigwebo zake ko-Sirayeli.
20 Akuko sizwe asenzelwe ngokunjalo, nesiyaziyo imiteto yake : yidumiseni i-Nkosi.

ICULO CXLVIII.

YIDUMISENI i-Nkosi yasezulwini : yidumiseni endaweni zangapezulu.
2 Yidumiseni, nonke nina zitunywa zayo ; yidumiseni, nonke nina zihlwele zayo.
3 Yidumiseni, nina langa nenyanga : yidumiseni, nonke nina zinkwenkwezi ezikanyayo.
4 Yidumiseni, nina mazulu amazulu : nani manzi eningasenkla kwamazulu.
5 Makalidumise igama le-Nkosi : ngokuba yalikupa ilizwi layo, adalwa ke.
6 Iwaqinisile kude kube ngunapakade : iwanikile umteto ongenakwapulwa.
7 Yidumiseni i-Nkosi kwasemhlabeni : nina zingwenya, nazo zonke inzulu ;
8 Nina mililo nezicoto, ngqele nenkungu : moya noqwitela, enenz' ilizwi layo ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

9 Zintaba, nani nonke zinduli : miti yeziqamo, nani nonke mitomboti ;

10 Ma*r*amncwa, nani nonke zinkomo : zinambuzane, nani zintaka ezinamapiko ;

11 Nina bokumkani bomhlaba, nani nonke bantu : zinkosi, nani nonke bagwebi bomhlaba ;

12 Nina bafana, nani zintombi, maxego nabantwana, lidumiseni igama le-Nkosi : ngokuba lilo lodwa igama elikulu, ubungcwalisa bayo bungapezu kwomhlaba nezulu.

13 Iyalupakamisa upondo lwabantu bayo ; bonke abangcwele bayo bayakuyidumisa : kwa abantwana baka-Sirayeli, abantu abayikonzayo. Yidumiseni i-Nkosi.

## ICULO CXLIX.

YIDUMISENI i-Nkosi. Culani e-Nkosini iculo elitsha : maidunyiswe sisihlwele sabangcwele bayo.

2 O-Sirayeli mabavuye ngenxa yomdali wabo : nosapo luka-Ziyone malugcobe ngenxa yo-Kumkani walo.

3 Mabalidumise igama lake ngomdudo : mabacule kuye ngentambula nangohadi.

4 Ngokuba i-Nkosi iyabatanda abantu bayo : ibancede abalulamileyo.

5 Abangcwele mabavuye ngobungcwalisa : mabacule kwaselukukweni lwabo.

6 Udumiso luka-Tixo malube semilonyeni yabo : sesi*r*ele esisika kubini ezandhleni zabo ;

7 Ukuze benze impindezelo kubaheyideni : nesohlwayo ebantwini ;



Digitized by INTERNET ARCHIVE Original from LIBRARY OF CONGRESS

8 Ukuze kukonxwe okumkani babo : nenkosana zabo ngemixokolelwane ;
9 Ukubenzela umgwebo obaliweyo : wokuti udumo olunjalo lulolwabangcwele bake. Yidumiseni i-Nkosi.

ICULO CL.

YIDUMISENI i-Nkosi. Mdumiseni u-Tixo ebungcweleni bake : mdumiseni esibakabakeni bamandhla ake.
2 Mdumiseni ngenxa yemimangaliso yake : mdumiseni nangenxa yobukulu bake.
3 Mdumiseni ngokulila kwexilongo : mdumiseni ngeculo nangohadi.
4 Mdumiseni ngentambula nangomdudo : mdumiseni ngohadi olunentambo nangamaxilongo.
5 Mdumiseni ngentambula ezilila kamnandi : mdumiseni ngentambula ezimazwi makulu.
6 Konke okupefumlayo : makuyidumise i-Nkosi. Yidumiseni i-Nkosi.



Digitized by INTERNET ARCHIVE
Original from LIBRARY OF CONGRESS

Deacidified using the Bookkeeper process.
Neutralizing agent: Magnesium Oxide
Treatment Date: August 2007

PreservationTechnologies
A WORLD LEADER IN PAPER PRESERVATION
111 Thomson Park Drive
Cranberry Township, PA 16066
(724) 779-2111

Digitized by
INTERNET ARCHIVE

Original from
LIBRARY OF CONGRESS